

INCWADI YEMITANDAZO,

NEYEMIMISELO YOKWENZIWA

KWE-SAKRAMENTE,

NEZINYE INKONZO ZE-KERIKE,

NGOKWE—"CHURCH-OF-ENGLAND";

NDAWONYE

NE-NDUMISO ZIKA-DAVIDE,

NENKONZO ZOKWENZA AMA-DIKONI,

NOKUMISA ABA-PRISTE,

NOKUNGCWALISA I-BISHOP.

[THE BOOK OF COMMON PRAYER IN SIXOSA.]

COMPLETE EDITION.

ISHICILELWE E-LONDON.

LONDON:

SOCIETY FOR PROMOTING CHRISTIAN KNOWLEDGE.

HISTORICAL AND BIBLIOGRAPHICAL NOTE.

THE first Xosa Prayer Book was printed in April, 1865. The translation was the work of the late Archdeacon Woodrooffe and Mr. T. Liefeldt. It was issued in 24mo, a volume of xx (in later impressions) + 273 pp. This book ended with the Psalter. Of this edition 27 impressions were issued between 1870 and 1902, the total number of copies amounting to 53,850.

In 1906 a revised edition was printed: a book of xx + 463 pp. fep. 8vo. This book contained, after the Psalter, the services for the Making of Deacons and the Ordination of Priests. The late Bishop Key, the late Rev. W. Philip, and the Rev. J. J. Xaba had a large share in preparing this edition; but the work was carried through its final stages and prepared for the press by Archdeacon Woodrooffe, assisted by the Rev. S. J. Wallis, S.S.J.E. Of this edition 7 impressions were issued up to November, 1915, making a total of 44,500 copies.

A re-revised edition was printed in September, 1916, in the same size. This—the present—book (xxiv + 530 pp.), known as the Complete Edition, contains in addition the service for the Consecration of Bishops, the Accession Services, and the Table of Affinity. The revision, which did not extend to the Epistles and Gospels, and the Psalter, was made by the Prayer Book Revision Committee of the Diocese of St. John's in October, 1914, the Grahamstown Translations Committee being represented by Canon Wyche and the Rev. D. Malgas. The volume was prepared for the press, at the request of the Bishop of St. John's, by Father Wallis.

September, 1916. (*Complete Edition*) 10,000
Reprinted, 1918-1949 136,000

PRINTED IN GREAT BRITAIN

BONKE aba-Priste nama-Dikoni bamelwe kukuti, nxa bengatintelwanga kukugula, nokuba sesinye isizatu esikulu, benze um-Tandazo wa-Kusasa nowango-Kuhlwa bebodwa, okanye ekuhleni.

Aba-Fundisi abamiselwe i-Kerike, nxa bengahambanga, bengaxakwanga sizatu sikulu, mabenze um-Tandazo wa-Kusasa nowango-Kuhlwa ezi-Kerikeni zabo; kubetwe intsimbi kuqala, ukuz^e abantu babe nokuza kuliva i-Lizwi lika-Tixo, badibane nabo e-utandazweni.

INKONZO NEZINYE IZINTO ZALENCWADI.

	IPEPA.
ISI-CWANGCISO SEZI-FUNDO ZEMIHLE ETILE	v
I-KALENDA, KUNYE NESI-CWANGCISO SEZI-FUNDO ZEMIHLE NGEMIHLE	ix
IZI-CWANGCISO NEMI-GAQO YEMINI ZEMI-GCOBO NEZE- MINI ZOKU-ZILA	xxi
ISALATISO SOKWALATA I-MINI EZINKULU	xxiv
UM-TANDAZO WA-KUSASA	1
UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA	15
I-NGXELO YO-KÓLO, KA-ATHANASIVS	25
I-LITANI	29
IMI-TANDAZO NEMI-BULELO YAMAKESHA ATILE	36
IMI-TANDAZWANA, NE-NCWADANA, NE-VANGELI, ZO- MNYAKA WONKE	44
UM-MISELO WOM-TENDELEKO ONGWELE	214
INKONZO YOKU-BÁPTIZWA KWE-NTSANA E-KERIKENI	240
INKONZO YOKU-BÁPTIZWA KWE-NTSANA OKWENZELWA EKÁYA	250
INKONZO YOKU-BÁPTIZWA KWABAKÚLILEYO	257
INCWADI YOM-BUZO	267
UM-MISELO WO-BEKO LWE-ZANDLA	275
UM-MISELO WOKWENZIWA KOM-TSHATO	279
UM-MISELO WOKU-VELELWA KWABAFAYO	290
UKWAMKELWA KOM-TENDELEKO NGABAFAYO	301
INKONZO YOKU-NCWÁTYWA KWABAFILEYO	304
UKU-BULELA KWABAFAZI EMVA KOKUZALA KWABO	313
ISI-SONGELO, UKUSHUNYAYELWA KWENGQUMBO KA- TIXO NEZIGWEBO ZAKE KU-BONI	316
I-NDUMISO	323
INKONZO ZOKWENZA AMA-DIKONI, NOKUMISA ABA- PRISTE, NOKUNGWALISA I-BISHOP	489
ISI-MISELO SEMINI YOKUNGENA EBUKOSINI KUKA- KUMKANI	523
ISALATISO ESIXELA ABANGAVUNYELWE UKUBA BATSHATE	530

IZIFUNDO ZEMIHLE ETILE

ZOKUFUNDA EM-TANDAZWENI WA-KUSASA NOWANGO-KUHLWA NOEMINI ZE-CAWA,
NANGENINYE IMINI EZINGWELE ZOMNTAKA.

IZIFUNDO EZIMISELWE IMINI ZE-CAWA.

	OWAKUSASA.	OWANGOKUHLWA.
<i>I-Cava ze-Advent.</i>		
Eyokuqala	U-Yesaya — 1	U-Yesaya — 2 okunye U-Yesaya 4. 9
Eyesibini	5	11. 1-11 " 24
Eyesitatu	25	26 " 28. 5-19
Eyesine	30. 1-37	32 " 33. 2-23
<i>Estlandelayo i-Kristmas.</i>		
Eyokuqala	35	38 " 40
Eyesibini	49	43 " 44
<i>Estlandelayo i-Entlanzi.</i>		
Eyokuqala	61	52. 13 & 53 " 54
Eyesibini	55	57 " 61
Eyesitatu	62	65 " 66
Eyesine	27	28 " 29
Eyesihlanu	U-Yohi — 1	U-Yohi — 3 Imi-Zekeliso 8
Eyesitandatu	Imi-Zekeliso — 9	11 " 12
<i>Eye-Secafestima.</i>		
Istifundo sokuqala	I-Genesis 1 & 2. 1-4	I-Genesis — 2. 4 " U-Yohi — 38
Istifundo sesibini	Isi-Tyilelo — 21. 1-9	Isi-Tyilelo 21. 9-22. 6
<i>Eye-Secafestima.</i>	I-Genesis — 3	I-Genesis — 6 " I-Genesis 8
<i>Eye-Iwinkwafestima.</i>	9. 1-20	19 " 13
<i>I-Cava ze-Lent.</i>		
Eyokuqala	19. 12-30	23. 1-20 " 28
Eyesibini	27. 1-41	28 " 31
Eyesitatu	37	39 " 40
Eyesine	42	43 " 45
Eyesihlanu	I-Eksodus — 3	I-Eksodus — 5 " I-Eksodus 6. 1-14
Eyesitandatu		
Istifundo sokuqala	9	19 " 11
Istifundo sesibini	U-Mateyu — 26	U-Luka — 19. 28 " U-Luka 20. 9-21
<i>Eye-Pasika.</i>		
Istifundo sokuqala	I-Eksodus — 12. 1-29	I-Eksodus — 12. 29 " I-Eksodus 14
Istifundo sesibini	Isi-Tyilelo 1. 17-19	U-Yohane 20. 11-19 " Isi-Tyilelo 5
<i>Estlandelayo. i-Pasika.</i>		
Eyokuqala	I-Numeri — 16. 1-36	I-Numeri — 16. 36 " I-Numeri 17. 1-19
Istifundo sokuqala	Kwabase-Korinte I. 15. 1-20	U-Yohane 20. 24-30

IZIFUNDO EZIMISELWE IMINI ZE-CAWA.

	OWAKUSASA.	OWANGOKUHLWA.
<i>Ezilandelayo i-Pastika</i>		
Eyesibini	I-Numeri — 20. 1-14	I-Numeri 20. 14-21. 10 okunayo I-Numeri 21. 10
Eyesitatu	22	23 " 24
Eyesine	I-Duteronomi 4. 1-23	I-Duteronomi 4. " I-Duteronomi 5 23-41
Eyesihlanu ..	6	9 " 10
<i>Elandelayo umhla wokhokha Nyukela.</i>	30	24 " U-Yoshuwa 1
<i>Umhla we-Pentekost.</i>		
Izifundo sokuqala	16. 1-18	U-Yesaya — 11 " U-Hezekeli 35. 25
Izifundo sesibini	Kwabase-Roma — 8. 1-18	Kuma-Galati 5.16 " Izenzo 18. 24-19. 21
<i>I-Cawa yo-Mtrinti.</i>		
Izifundo sokuqala	U-Yesaya — 6. 1-11	I-Genesis — 13 " I-Genesis 1 & 2. 1-4
Izifundo sesibini	Isi-Tyilelo — 1. 1-9	Kwabase-Efeso " U-Mateyu 3 4. 1-17
<i>Ezilandelayo eyo-Mtrinti.</i>		
Eyokuqala ..	U-Yoshuwa 3. 7-4. 15	U-Yoshuwa 5. 13-6. 21 " U-Yoshuwa 24
Eyesibini	Abagwebi	Abagwebi — 5 " Abagwebi 6. 11
Eyesitatu	U-Samuweli I. 2. 1-27	U-Samuweli I. 3 " U-Samuweli I. 4. 1-19
Eyesine	12	13 " U-Ruti — 1
Eyesihlanu ..	15. 1-24	16 " U-Samuweli I. 17
Eyesitandatu	U-Samuweli II. — 1	U-Samuweli II. 12. 1-24 " U-Samuweli II. 15
Eyesitsexze ..	Izi-Kronike I. — 21	Izi-Kronike I. 22 " Izi-Kronike I. 23. 1-21
Eyesibhozo ..	29. 9-29	Izi-Kronike II. 1 " Okumkani I. 3
Eyetoza ..	Okumkani I. 10. 1-23	Okumkani I. 11. " Okumkani I. 11. 26
Eyehumi ..	12	13 " 17
Eye-11	18	19 " 21
Eye-12	22. 1-41	Okumkani II. 2. " Okumkani II. 4. 8-38
Eye-13	Okumkani II. — 5	6. 1-24 " 7
Eye-14	9	10. 1-34 " 10
Eye-15	18	19 " 23. 1-31
Eye-16	Izi-Kronike II. — 36	U-Nehemiya 1 & 2. " U-Nehemiya 1-9
Eye-17	U-Yeremiya — 5	U-Yeremiya 22 " U-Yeremiya 25
Eye-18	36	U-Hezekeli — 2 " U-Hezekeli 13. 1-17
Eye-19	U-Hezekeli — 14	13 " 24. 15
Eyama-20	34	U-Daniyeli — 4 " U-Daniyeli 1
Eyama-21	U-Daniyeli — 6	7 " 8
Eyama-22	6	7 " 12
Eyama-23	U-Hoseya — 14	U-Yoweli — 2. 21 " U-Yoweli 3. 9
Eyama-24	U-Amosi — 3	U-Amosi — 5 " U-Amosi 9
Eyama-25	U-Mika — 4 & 5. 1-8	U-Mika — 6 " U-Mika 7
Eyama-26	U-Habakuki — 2	U-Habakuki — 3 " U-Tsefanya 3 & 4
Eyama-27	I-Nebumayeli 11 & 12	U-Hagayi 2. 1-10 " U-Malaki 3 & 4

† Nge-Cawa eyandulo elia I-Advent mazifundwe Izi-Fundo ezimiselwe apa I-Cawa yama-27 emva kweyo-Mtrinti.

† IZIFUNDO EZIMISELWE IMINI EZINGQWELE.

	UMTANDAZO WAKUSASA.	UMTANDAZO WANGOKUHLWA.
<i>U-Andriya Ongwele.</i>	U-Yesaya — 54	U-Yesaya — 65. 1-17
Izifundo sokuqala	U-Yohane — 1. 35-43	U-Yohane — 12. 20-42
<i>U-Tawasi Ongwele.</i>		
Izifundo sokuqala	U-Yobi — 42. 1-7	U-Yesaya — 35
Izifundo sesibini	U-Yohane — 20. 19-24	U-Yohane — 14. 1-8
<i>Umhla we-Kristmas.</i>		
Izifundo sokuqala	U-Yesaya — 9. 1-8	U-Yesaya — 7. 10-17
Izifundo sesibini	U-Luka — 2. 1-15	U-Tito — 3. 4-9
<i>U-Stephano Ongwele.</i>		
Izifundo sokuqala	I-Genesis — 4. 1-11	Izi-Kronike II. — 24. 15-29
Izifundo sesibini	Izenzo — 6	Izenzo — 8. 1-9
<i>U-Yohane Ongwele.</i>		
Izifundo sokuqala	I-Ekodus — 33. 9	U-Yesaya — 6
Izifundo sesibini	U-Yohane — 13. 23-36	Isi-Tyilelo — 1
<i>I-Ntsana ezingwele.</i>		
Izifundo sokuqala	U-Yeremiya — 31. 1-13	U-Baruki — 4. 21-31
<i>Ukw-Aiuka kuka-Kristu.</i>		
Izifundo sokuqala	I-Genesis — 17. 9	I-Duteronomi — 10. 12
Izifundo sesibini	Kwabase-Roma — 2. 17	Kwabase-Kolose — 2. 8-18
<i>I-Epitani.</i>		
Izifundo sokuqala	U-Yesaya — 60	U-Yesaya — 49. 13-24
Izifundo sesibini	U-Luka — 3. 15-23	U-Yohane — 2. 1-12
<i>Ukugquka kuka-Paulos Ongwele.</i>		
Izifundo sokuqala	U-Yesaya — 49. 1-13	U-Yeremiya — 1. 1-11
Izifundo sesibini	Kuma-Galati 1. 11	Izenzo — 26. 1-21
<i>Uku-Hlanjuluka kwe-Nomosi u-Mariya Ongwele.</i>		
Izifundo sokuqala	I-Ekodus — 13. 1-17	U-Hagayi — 2. 1-10
<i>U-Matias Ongwele.</i>		
Izifundo sokuqala	U-Samuweli I. — 9. 27-36	U-Yesaya — 22. 15
<i>Uku-Shunyayezwa kwe-Ntombi emconekayo u-Mariya.</i>		
Izifundo sokuqala	I-Genesis — 3. 1-16	U-Yesaya — 62. 7-13
<i>Iminyi yotatu (Umhla wokugula we-Lent).</i>		
Izifundo sokuqala	U-Yesaya — 53. 1-13	U-Yona — 3
Izifundo sesibini	U-Marko — 2. 13-23	Kuma-Iheberu — 12. 3-18
<i>Umvulo omandulela i-Pastika.</i>		
Izifundo sokuqala	Izi-Lilo — 1. 1-15	Izi-Lilo — 2. 13
Izifundo sesibini	U-Yohane — 14. 1-15	U-Yohane — 14. 13
<i>Oicezibini omandulela i-Pastika.</i>		
Izifundo sokuqala	Izi-Lilo — 3. 1-34	Izi-Lilo — 3. 34
Izifundo sesibini	U-Yohane — 15. 1-14	U-Yohane — 15. 14
<i>Oicezintatu omandulela i-Pastika.</i>		
Izifundo sokuqala	Izi-Lilo — 4. 1-21	U-Daniyeli — 9. 20
Izifundo sesibini	U-Yohane — 16. 1-16	U-Yohane — 16. 16
<i>Oicezine omandulela i-Pastika.</i>		
Izifundo sokuqala	U-Hoseya — 13. 1-15	U-Hoseya — 14
Izifundo sesibini	U-Yohane — 17	U-Yohane — 13. 1-36
<i>Oicezintatshu omandulela.</i>		
Izifundo sokuqala	I-Genesis — 23. 1-20	U-Yesaya — 52. 13 & 53
Izifundo sesibini	U-Yohane — 18	U-Petros I. — 9
<i>Umhla omandulela i-Pastika.</i>		
Izifundo sokuqala	U-Zekariya — 9	U-Hoseya — 5. 8-6. 4
Izifundo sesibini	U-Luka — 23. 50	Kwabase-Roma — 6. 1-14
<i>Umvulo omandulela i-Pastika.</i>		
Izifundo sokuqala	I-Ekodus — 15. 1-22	Ingoma yazo Ingoma 2. 10
Izifundo sesibini	U-Luka — 24. 1-13	U-Mateyu — 28. 1-10

IZIFUNDO EZIMISELWE IMINI EZINGWELE.

	UMTANDAZO WAKUSASA.	UMTANDAZO WANGOKUHLWA.
<i>Oivesibini obulandela i-Pasika.</i>		
Isifundo sokuqala	Okumkani II. — 13. 14-22	U-Hezekeli — 37. 1-15
Isifundo sesibini	U-Yohane — 21. 1-15	U-Yohane — 21. 16
<i>U-Marko Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	U-Yesaya — 52. 6	U-Hezekeli — 1. 1-10
<i>U-Filipi Ongcwele no-Yakobi Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	— 61	U-Zekariya — 4
Isifundo sesibini	U-Yohane — 1. 43	
<i>Umhla woku-Nyukela.</i>		
Isifundo sokuqala	U-Daniyeli — 7. 9-15	Okomkani II. — 2. 1-16
Isifundo sesibini	U-Luka — 24. 44	Kuma-Hebere — 4
<i>Umsulo obandela umhla we-Pentekost.</i>		
Isifundo sokuqala	I-Genesis — 11. 1-16	I-Numeri — 11. 16-31
Isifundo sesibini	Kwabase-Korinte I. 12. 1-14	Kwabase-Korinte I. 12. 27 & 13
<i>Oivesibini obulandela umhla we-Pentekost.</i>		
Isifundo sokuqala	U-Yowell — 2. 21	U-Mika — 4. 1-5
Isifundo sesibini	Kwabase-Tsalonika I. — 5. 12-24	U-Yohane I. — 4. 1-14
<i>U-Barnabas Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	I-Duteronomi — 33. 1-12	U-Nahum — 1
Isifundo sesibini	Izenzo — 4. 31	Izenzo — 14. 8
<i>U-Yohane Ongcwele um-Baptisti.</i>		
Isifundo sokuqala	U-Malaki — 3. 1-7	U-Malaki — 4
Isifundo sesibini	U-Mateyu — 3	U-Mateyu — 14. 1-13
<i>U-Petros Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	U-Hezekeli — 3. 4-15	U-Zekariya — 3
Isifundo sesibini	U-Yohane — 21. 15-23	Izenzo — 4. 8-23
<i>U-Yakobi Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	Okumkani II. — 1. 1-16	U-Yeremiya — 26. 8-16
Isifundo sesibini	U-Luka — 9. 51-57	
<i>U-Bartolomeyu Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	I-Genesis — 28. 10-18	I-Duteronomi — 18. 15
<i>U-Mateyu Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	Okumkani I. — 19. 15	Izi-Kronike I. — 29. 1-20
<i>U-Mikayeli Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	I-Genesis — 32	U-Daniyeli — 10. 4
Isifundo sesibini	Izenzo — 12. 5-18	Izi-Tyilelo — 14. 14
<i>U-Luka Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	U-Yesaya — 55	I-Ecclesiasticus 38. 1-15
<i>U-Simona Ongcwele no-Yuda Ongcwele.</i>		
Isifundo sokuqala	— 28. 9-17	U-Yeremiya — 3. 12-10
<i>Abangcwele banke.</i>		
Isifundo sokuqala	Ubulumko — 3. 1-10	Ubulumko — 5. 1-17
Isifundo sesibini	Kuma-Hebere — 11. 33-12. 7	Izi-Tyilelo — 19. 1-17

I-NDUMISO EZIMISELWE IMIHLA ETILE.

	UMTANDAZO WAKUSASA.	UMTANDAZO WANGOKUHLWA.
<i>Umhla we-Kristmas . . .</i>	I-Ndumiso — 19. 45, 85	I-Ndumiso — 89, 110, 132
<i>Umhla wotutu</i>	— 6, 32, 38	— 102, 130, 143
<i>Oivesithams obalingilelo</i>	— 22, 40, 54	— 69, 88
<i>Umhla we-Pasika</i>	— 2, 57, 111	— 113, 114, 118
<i>Umhla woku-Nyukela . . .</i>	— 5, 15, 21	— 24, 47, 108
<i>Umhla we-Pentekost . . .</i>	— 48, 68	— 104, 145

I-KALENDA,

KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENIHLA.

U-JANUARY UNENTSUKU EZINGAMASHUMI MATATT ANANYE.

	UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.
1	<i>Uku-Abuka kuka-Kristu.</i>			
2	I-Genesis 1. 1-20	U-Mateyu 1. 18	I-Genesis 1. 20-2. 4	Izenzo — 1
3	— 2. 4	— 2	— 3. 1-20	— 2. 1-22
4	— 3. 20-4. 16	— 3	— 4. 16	— 2. 23
5	— 5. 1-28	— 4. 1-23	— 5. 23-6. 9	— 3
6	<i>I-Epfani.</i>			
7	I-Genesis — 6. 9	— 4. 23-5. 13	— 7	— 4. 1-23
8	U-Lucian, um-Priste no-Mfeli.			
	I-Genesis — 8	— 5. 13-33	— 9. 1-20	— 4. 32-5. 17
9	— 11. 1-10	— 5. 33	— 12	— 5. 17
10	— 13	— 6. 1-19	— 14	— 6
11	— 15	— 6. 19-7. 7	— 16	— 7. 1-35
12	— 17. 1-23	— 7. 7	— 18. 1-17	— 7. 35-8. 5
13	U-Hilary, i-Bishop ne-Nqina.			
	I-Genesis — 18. 17	— 8. 1-18	— 19. 12-30	— 8. 5-26
14	— 20	— 8. 18	— 21. 1-22	— 8. 26
15	— 21. 33-22. 20	— 9. 1-18	— 23	— 9. 1-23
16	— 24. 1-29	— 9. 18	— 24. 29-32	— 9. 23
17	— 24. 32	— 10. 1-24	— 25. 5-19	— 10. 1-24
18	U-Prisca, i-Ntombi no-Mfeli.			
	I-Genesis — 25. 19	— 10. 24	— 26. 1-15	— 10. 24
19	— 26. 18	— 11	— 27. 1-30	— 11
20	U-Fabian, i-Bishop no-Mfeli.			
	I-Genesis — 27. 30	— 12. 1-22	— 28	— 12
21	U-Agnes, i-Ntombi no-Mfeli.			
	I-Genesis 29. 1-21	— 12. 22	— 31. 1-25	— 13. 1-28
22	U-Vincent, um-Dikoni no-Mfeli.			
	I-Genesis — 31. 36	— 13. 1-24	— 32. 1-22	— 13. 28
23	— 32. 22	— 13. 24-53	— 33	— 14
24	— 35. 1-21	— 13. 53-14. 13	— 37. 1-12	— 15. 1-30
25	<i>Ukugqoka kuka-Paulos Ongcwele.</i>			
	I-Genesis — 37. 12	— 14. 13	— 39	— 15. 30-16. 16
26	— 40	— 15. 1-21	— 41. 1-17	— 16. 16
27	— 41. 17-53	— 15. 21	— 41. 53-42. 25	— 17. 1-16
28	— 42. 25	— 16. 1-24	— 43. 1-25	— 17. 16
29	— 43. 25-44. 14	— 16. 24-17. 14	— 44. 14	— 18. 1-24
30	— 45. 1-25	— 17. 14	— 45. 25-46. 8	— 18. 24-19. 21
31				

I-KALENDA,
KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENIHLA.

U-FEBRUARY UNENTSUKU EZINGAMASHUMI MABINI ANEBIBOZO.
KOKO KWI-"LEAF YEAR" ZINGAMASHUMI MABINI ANETOBA.

	UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.
1	Eyokuzila. I-Genesis 46. 26-47. 13	U-Mateya 18. 1-21	I-Genesis 47. 13	Izenzo — 19. 21
2	<i>Uku-Hlanjulukwa kwe-Ntombi u-Mariya Ongcwele.</i>	18. 21-19. 3	—	20. 1-17
3	U-Blasus, i-Bishop no-Mfeli.	19. 3-27	I-Ekodus — 49	20. 17
4	I-Genesis — 48	19. 27-20. 17	I-Ekodus — 1	21. 1-17
5	U-Agatha, i-Ntombi no-Mfeli. I-Ekodus — 2	20. 17	— 3	21. 17-37
6	4. 1-24	21. 1-23	4. 27-5. 15	21. 37-22. 23
7	5. 15-6. 14	21. 23	6. 28-7. 14	22. 23-23. 12
8	7. 14	22. 1-15	8. 1-20	23. 12
9	8. 20-9. 13	22. 15-41	9. 13	24
10	10. 1-21	22. 41-23. 13	10. 21 & 11	25
11	12. 1-21	23. 13	12. 21-43	26
12	12. 43-13. 17	24. 1-29	13. 17-14. 10	27. 1-18
13	14. 10	24. 29	15. 1-22	27. 18
14	U-Valentine, i-Bishop. I-Ekodus 15. 22-16. 11	25. 1-31	16. 11	28. 1-7
15	17	25. 31	18	28. 17
16	19	26. 1-31	20. 1-23	Kwabase-Roma 1
17	21. 1-18	26. 31-57	22. 21-23. 10	2. 1-17
18	23. 14	26. 57	24	2. 17
19	25. 1-23	27. 1-27	28. 1-13	3
20	23. 20-43	27. 27-57	29. 35-30. 11	4
21	31	27. 57	32. 1-15	5
22	32. 15	28	33. 1-12	6
23	Eyokuzila. — 33. 12-34. 10	U-Marko 1. 1-21	34. 10-27	7
24	<i>U-Matthas Ongcwele, um-Postile.</i>	1. 21	—	8. 1-18
25	I-Ekodus 34. 27	2. 1-23	35. 29-36. 8	8. 18
26	39. 30	2. 23-2. 13	40. 1-17	9. 1-19
27	40. 17	3. 13	I-Levitikus 9. 22-10. 12	9. 19
28	I-Levitikus 14. 1-23	4. 1-35	16. 1-23	10
29	19. 1-19	U-Matthya — 7	19. 30-20. 9	12

I-KALENDA,
KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENIHLA.

U-MARCH UNENTSUKU EZINGAMASHUMI MATATU ANANYE.

	UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.
1	U-Davide, i-Arch-bishop. I-Levitikus 25. 1-18	U-Marko 4. 35-5. 21	I-Levitikus 25. 15-44	Kwabase-Roma 11. 1-25
2	U-Chad, i-Bishop. I-Levitikus 26. 1-21	5. 21	26. 21	11. 25
3	I-Numeri — 6	6. 1-14	I-Numeri — 9. 15-10. 11	12
4	10. 11	6. 14-30	11. 1-24	13
5	11. 24	6. 30	12	14 & 15. 1-8
6	13. 17	7. 1-24	14. 1-26	15. 8
7	U-Perpetua, um-Feli.	—	—	—
8	I-Numeri — 14. 26	7. 24-8. 10	16. 1-23	16
9	16. 23	8. 10-9. 2	17	Kwabase-Korinte I. 1. 1-26
10	20. 1-14	9. 2-30	20. 14	1. 26 & 2
11	21. 1-10	9. 30	21. 10-33	3
12	22. 1-22	10. 1-32	22. 22	4. 1-18
13	U-Gregory, i-Bishop. I-Numeri — 23	10. 32	24	4. 18 & 5
14	I-Duteronomi 1. 1-19	11. 1-27	27. 12	6
15	2. 1-26	12. 13-35	I-Duteronomi 1. 19	7. 1-26
16	3. 18	12. 35-13. 14	2. 26-3. 18	7. 25
17	4. 25-41	13. 14	4. 1-25	8
18	U-Edward, u-Kumkani. I-Duteronomi 5. 22	14. 1-27	5. 1-22	9
19	7. 1-12	14. 27-53	6	10 & 11. 1
20	8	14. 53	7. 12	11. 2-17
21	U-Benedict, i-Abbot. I-Duteronomi 11. 1-18	15. 1-42	10. 8	11. 17
22	15. 1-16	15. 42 & 16	11. 18	12. 1-28
23	18. 9	U-Luka—1. 1-26	17. 8	12. 28 & 13
24	Eyokuzila. I-Duteronomi—26	1. 26-46	24. 5	14. 1-20
25	<i>Uku-Shunyayezwa kwe-Ntombi emekayo u-Mariya</i>	1. 46	27	14. 20
26	I-Duteronomi 28. 1-15	2. 1-21	—	15. 35
27	28. 47	2. 21	28. 15-47	16
28	30	3. 1-23	29. 9	17. 1-23
29	31. 14-30	4. 1-16	31. 1-14	Kwabase-Korinte II. 1. 1-23
30	32. 44	4. 16	—	1. 23-2. 14
31	34	5. 1-17	—	2. 14 & 3
			U-Yoshuwa—1	4

I-KALENDA,
KUNYE NEZIPUNDO ZEMIHLA NGENIHILA.

U-APRIL UYENTSUKU EZINGAMASHUMI MATATU.

UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.
1 U-Yoshuwa — 2	U-Luka — 5. 17	U-Yoshuwa — 3	Kwabase-Korinte II. 5
2 ————— 4	————— 6. 1-20	————— 5	————— 6 & 7. 1
3 U-Richard, i-Bishop.	————— 6. 20	————— 7	————— 7. 2
4 U-Yoshuwa — 6	————— 7. 1-24	————— 10. 1-16	————— 8
U-Ambrose Ongewele, i-Bishop.	————— 7. 24	————— 22. 11	————— 9
U-Yoshuwa 9. 3	————— 8. 1-26	————— 24	————— 10
5 ——— 21. 43-22. 11	————— 8. 26	Abagwebi — 4	————— 11. 1-30
6 ——— 23	————— 9. 28-51	————— 6. 1-24	————— 11. 30-12. 14
7 Abagwebi — 2	————— 7	————— 12. 14 & 13	————— 12. 14 & 13
8 ——— 5	————— 10	Kuma-Galati — 1	————— 13
9 ——— 6. 24	————— 11. 29	————— 2	————— 14
10 ——— 8. 32-9. 25	————— 12. 1-29	————— 3	————— 15
11 ——— 11. 1-29	————— 13. 1-35	U-Ruti ——— 2	————— 16
12 ——— 13	————— 13. 35	————— 4	————— 17
13 ——— 15	U-Samuweli I. 1	————— 2. 1-21	————— 18
14 U-Ruti ——— 1	————— 13. 18	————— 3	Kwabase-Efeso 1
15 ——— 3	————— 14. 1-25	————— 5	————— 2
16 U-Samuweli I. 1	————— 14. 25-15. 11	————— 7	————— 3
17 ——— 2. 21	————— 15. 11	————— 9	————— 4. 1-25
18 ——— 4	————— 16	————— 11	————— 4. 25-5. 22
19 U-Alphege, i-Archbishop.	————— 17. 1-20	————— 13	————— 5. 22-6. 10
U-Samuweli I. — 6	————— 14. 24-47	————— 16	————— 6. 10
20 ——— 8	————— 16	Kwabakwa-Filipu	————— 1
21 ——— 10	————— 17. 20	————— 1	————— 2
22 ——— 12	————— 18. 1-31	————— 1	————— 3
23 U-George Ongewele, un-Fell.	————— 18. 31-19. 11	————— 2	————— 4
U-Samuweli I. — 14. 1-24	————— 19. 11-28	————— 3	————— 5
————— 15	————— 19. 28	————— 4	————— 6
24 U-Marko Ongewele, un-Vangeli no-Mfeli.	————— 20. 1-27	————— 20. 18	Kwabase-Kolose 1. 1-21
25 ——— 12	————— 20. 27-21. 5	————— 22	————— 1. 21-2. 8
26 ——— 17. 1-31	————— 21. 5	————— 24 & 25. 1	————— 2. 8
27 ——— 17. 55-18. 17	————— 19. 11-28	————— 17. 31-55	————— 3
28 ——— 20. 1-18	————— 19. 28	————— 19	————— 4
29 ——— 21	————— 20. 1-27	————— 20. 18	Kwabase-Kolose 1. 1-21
30 ——— 23	————— 20. 27-21. 5	————— 22	————— 1. 21-2. 8
	————— 21. 5	————— 24 & 25. 1	————— 2. 8

I-KALENDA,
KUNYE NEZIPUNDO ZEMIHLA NGENIHILA.

U-MAY UYENTSUKU EZINGAMASHUMI MATATU ANANTE.

UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.
1 U-Filipu Ongewele no-Yakobi Ongewele, aba-Postle nabafell.			[3. 1-18 Kwabase-Kolose 3. 18-4. 7
2 U-Samuweli I. 26	U-Luka 22. 1-31	U-Samuweli I. 28. 8	
3 Ukufunyanwa kwe-Kruse.			4. 7
4 U-Samuweli I. 31	———— 22. 31-54	U-Samuweli II. 1	———— 4. 7
U-Samuweli II. 3.	———— 22. 54	———— 4	Kwabase-Tesalonika I. ——— 1
5 ——— 6	———— 23. 1-28	———— 7. 1-18	———— 9
6 U-Yohane um-Vangeli esangweni lase-Roma.			
U-Samuweli II.	———— 23. 26-50	———— 9	———— 3
7 ——— 7. 18	———— 23. 50-24. 13	———— 12. 1-24	———— 4
8 ——— 13. 38-14. 26	———— 24. 13	———— 15. 1-16	———— 5
9 ——— 15. 16	U-Yohane 1. 1-29	———— 16. 1-16	Kwabase-Tesalonika II. ——— 1
10 ——— 16. 15-17. 24	———— 1. 29	———— 17. 24-18. 18	———— 2
11 ——— 18. 18	———— 2	———— 19. 1-24	———— 3
12 ——— 19. 24	———— 3. 1-29	———— 21. 1-18	Ku-Timoti I. ——— 1. 1-18
13 ——— 23. 1-24	———— 3. 22	———— 24	———— 1. 18 & 2
14 Okumkani I. 1. 1-	———— 4. 1-31	Okumkani I. 1. ——— 28-49	———— 3
15 Izi-Kronike I. 29.	———— 4. 31	———— 3	———— 4
16 Okumkani I. 4. 20	———— 5. 1-24	———— 5	———— 5
17 ——— 6. 1-15	———— 5. 24	———— 8. 1-22	———— 6
18 ——— 8. 22-54	———— 6. 1-22	———— 8. 54-9. 10	Ku-Timoti II. 1 ——— 1
19 U-Dunstan, i-Archbishop ne-Nqina.			
Okumkani I. 10	———— 6. 22-41	———— 11. 1-26	———— 2
20 ——— 11. 26	———— 6. 41	———— 12. 1-25	———— 3
21 ——— 12. 25-13. 11	———— 7. 1-25	———— 13. 11	———— 4
22 ——— 14. 1-21	———— 7. 25	———— 15. 25-16. 8	Ku-Tito ——— 1
23 ——— 16. 8	———— 8. 1-31	———— 17	———— 2
24 ——— 18. 1-17	———— 8. 31	———— 18. 17	———— 3
25 ——— 19	———— 9. 1-39	———— 21	Ku-Filemon. ——— 1
26 U-Augustin, i-Archbishop.			
Okumkani I. 22.	———— 9. 39-10. 22	Okumkani II. ——— 1	Kuma-Hebere 1
———— 1-41			
27 U-Bede, um-Priste Okumkani II. 2	———— 10. 22	———— 4. 8	———— 2 & 3. 1-7
28 ——— 5	———— 11. 1-17	———— 6. 1-24	———— 3. 7-4. 14
29 ——— 6. 24	———— 11. 17-47	———— 7	———— 4. 14 & 5
30 ——— 8. 1-16	———— 11. 47-12. 20	———— 9	———— 6
31 ——— 10. 1-18	———— 12. 20	———— 10. 18	———— 7

I-KALENDA, KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENIHILA.			
U-JUNE UNENTSUKU EZINGAMASHUMI MATATU.			
UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO RESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO RESIBINI.
1 U-Nicomede, um- Priete. Okumkani II. 13	U-Yohane 13. 1-21	Okumkani II. 17. 1-24	Kuma-Hebere 8
2 _____ 17. 24	_____ 13. 21	Izi-Kronike II. 12	_____ 9
3 Izi-Kronike II. 13	_____ 14	_____ 14	10. 1-19
4 _____ 15	_____ 15	16 & 17. 1-14	10. 19
5 U-Boniface, i- Bishop. Izi-Kronike II. 19	_____ 16. 1-16	_____ 20. 1-31	_____ 11. 1-17
6 _____ 20. 31 & 21	_____ 16. 16	_____ 22	_____ 11. 17
7 _____ 23	_____ 17	_____ 24	_____ 12
8 _____ 25	18. 1-28	26 & 27	_____ 13
9 _____ 28	18. 28	Okumkani II. 18. 1-9	U-Yakobi 1
10 _____ 29. 3-21	19. 1-25	Izi-Kronike II. 30 & 31. 1	_____ 2
11 U-Barnabas, um- Postile	_____ 19. 25	_____	_____
12 Okumkani II. 18, 13	_____ 19. 25	Okumkani II. 19. 1-20	_____ 3
13 _____ 19. 20	20. 1-19	_____ 20	_____ 4
14 U-Yesaya 28. 9-21	20. 19	Izi-Kronike II 33	_____ 5
15 Okumkani II. 22	_____ 21	Okumkani II. 23. 1-21	U-Petros I. 1. 1-22
16 _____ 23. 21-24. 8	Izenzo _____ 1	24. 8-25. 8	1. 22-2. 11
17 U-Alban Ongwele, um-Feli.	_____ 2. 1-22	U-Ezra _____ 1 & 3	2. 11-3. 8
18 Okumkani II. 25. 8	_____ 2. 22	_____ 5	3. 8-4. 7
19 U-Ezra _____ 4	_____ 3	_____ 8. 15	_____ 4. 7
20 Uku'oduswa kwe- sidumbu sika- Edward. u-Ku- mkani.	_____ 4. 1-32	_____ 10. 1-20	_____ 5
21 U-Ezra _____ 9	4. 32-5. 17	U-Nehemiya _____ 2	U-Petros II. _____ 1
22 U-Nehemiya _____ 1	_____ 5. 17	_____ 5	_____ 2
23 Eyokuzila. U-Nehemiya 6 & 7. 1-5	_____ 6	7. 73 & 8	_____ 3
24 U-Yohane Ongwele, um-Baptiz.	_____ 7. 1-35	_____ 13. 15	U-Yohane I. _____ 1
25 U-Nehemiya 13. 1-15	_____ 7. 35-8. 5	U-Estere 2. 15 & 3	_____ 2. 1-15
26 U-Estere _____ 1	_____ 8. 5-26	_____ 5	_____ 2. 15
27 _____ 4	_____ 8. 26	_____ 7	_____ 3. 1-16
28 Eyokuzila. U-Estere _____ 6	_____ 9. 1-28	U-Yobi _____ 2	U-Yohane I. 3. 16-4. 7
29 U-Petros Ongwele, um-Postile.	_____ 9. 1-28	_____ 3. 16-4. 7	_____ 3. 16-4. 7
30 U-Yobi _____ 1	_____ 9. 1-28	_____ 3. 16-4. 7	_____ 3. 16-4. 7

I-KALENDA, KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENIHILA.			
U-JULY UNENTSUKU EZINGAMASHUMI MATATU ANANYE.			
UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO RESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO RESIBINI.
1 U-Yobi _____ 3	Izenzo _____ 9. 23	U-Yobi _____ 4	U-Yohane I. 4. 7
2 Ukumhambela u- Elizabete kwe- Ntombi u-Mariya. U-Yobi _____ 5	_____ 10. 1-24	_____ 6	_____ 5
3 _____ 7	_____ 10. 24	_____ 9	U-Yohane II.
4 Uku'oduswa kwe- sidumbu sika- Martin Ongwele. U-Yobi _____ 10	_____ 11	_____ 11	U-Yohane III.
5 _____ 12	_____ 12	_____ 13	U-Yuda.
6 _____ 14	13. 1-26	_____ 15	U-Mateyu _____ 1. 18
7 _____ 17	_____ 13. 26	_____ 19	_____ 2
8 _____ 21	_____ 14	22. 12. 29	_____ 3
9 _____ 23	15. 1-30	_____ 24	4. 1-23.
10 _____ 25 & 26	15. 30-16. 16	_____ 27	4. 23-5. 13
11 _____ 28	16. 16	29 & 30. 1	5. 13-33
12 _____ 30. 12-27	17. 1-16	_____ 31. 13	_____ 5. 33
13 _____ 32	17. 16	38. 1-39	_____ 6. 1-19
14 _____ 38. 39 & 39	18. 1-24	_____ 40	6. 19-7. 7
15 U-Swithun, i- Bishop.	_____ 18. 24-19. 21	_____ 42	_____ 7. 7
16 U-Yobi _____ 41	19. 21	Imi-Zekeliso 1. 20	8. 1-18
17 Imi-Zekeliso 1. 1- 90	_____ 20. 1-17	_____ 3. 1-27	_____ 8. 18
18 _____ 2	20. 17	4. 20-5. 15	9. 1-18
19 _____ 3. 27-4. 29	20. 17	_____ 6. 1-20	9. 18
20 U-Margaret, i- Ntombi no-Mfeli. Imi-Zekeliso _____ 7	21. 1-17	_____ 8	10. 1-24
21 _____ 9	21. 37-22. 23	_____ 10. 16	10. 24
22 U-Mariya Ongwele wase-Magada. Imi-Zekeliso 11. 1-15	_____ 22. 23-23. 12	_____ 11. 15	_____ 11
23 _____ 16	_____ 23. 12	_____ 13	12. 1-29
24 Eyokuzila. _____ 14. 9-28	_____ 24	14. 28-15. 18	_____ 12. 22
25 U-Yakobi Ongwele, um-Postile.	_____ 25	_____ 16. 1-20	_____ 13. 1-24
26 U-Anne Ongwele. Imi-Zekeliso _____ 15	_____ 18	_____ 16. 1-20	13. 24-53
27 _____ 16. 31-17. 18	_____ 19	_____ 18. 10	13. 53-14. 13
28 _____ 19. 13	_____ 27	_____ 20. 1-23	14. 13
29 _____ 21. 1-17	_____ 28. 1-17	_____ 22. 1-17	15. 1-21
30 _____ 23. 10	_____ 28. 17	_____ 24. 21	_____ 15. 21
31 _____ 26	Kwabase-Roma 1	_____ 26. 1-21	_____ 16. 1-24

I-KALENDA.

KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENMIHLA.

U-AUGUST UNENTSHUKU EZINGAMASHUMI MATATU ANANYE.

	UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.
1	I-"Lammas Day." Imi-Zekeliso 27. 1-23	Kwabase-Roma 2. 1-17	Imi-Zekeliso 28. 1- 15	U-Mateyu 16. 24-17. 14
2	30. 1-18	2. 17	31. 10	17. 14
3	I-Ntshumayeli 1	3	I-Ntshumayeli 2. 1-12	18. 1-21
4	3	4	4	18. 21-19. 3
5	5	5	6	19. 3-27
6	Okuguquka kwe- mbonakalo ye- Nkosi asenabani. I-Ntshumayeli 7	6	8	19. 27-20. 17
7	Igama Hka-Yesu. I-Ntshumayeli 9	7	11	20. 17
8	8. 1-18	8. 18	U-Yeremiya — 1	21. 1-23
9	U-Yeremiya 2. 1-14	8. 18	5. 1-19	21. 23
10	U-Laurence O- ngwele. U-Yeremiya 5. 19	9. 1-19	6. 1-22	22. 1-15
11	7. 1-17	9. 19	8. 4	22. 15-41
12	9. 1-17	10	13. 8-24	22. 41-23. 13
13	15	11. 1-25	17. 1-19	23. 13
14	18. 1-18	11. 25	19	24. 1-29
15	21	12	22. 1-18	24. 29
16	22. 13	13	23. 1-16	25. 1-31
17	24	14 & 15. 1-8	25. 1-15	25. 31
18	26	15. 8	28	26. 1-31
19	29. 4-20	16	30	26. 31-27
20	31. 1-15	Kwabase-Korinte I. 1. 1-26	31. 15-38	26. 37
21	33. 1-14	1. 26 & 2	33. 14	27. 1-27
22	35	3	36. 1-14	27. 27-27
23	Eyokuzila 36. 14	4. 1-18	38. 1-14	27. 37
24	U-Bartolomeyu Ongwele.	4. 18 & 5		28
25	U-Yeremiya 38. 14	5	39	U-Marko 1. 1-21
26	50. 1-21	7. 1-25	51. 54	1. 21
27	U-Hezekeli 1. 1-15	7. 25	U-Hezekeli 1. 15	2. 1-23
28	U-Angustin Ongwele, i- Bishop.			
29	U-Hezekeli — 2 Ukuzanyulwa i- ntloko kuka-Yo- hane Ongwele, um-Baptiz.	8	3. 1-15	2. 23-3. 13
30	U-Hezekeli 3. 15	9	8	3. 13
31	9	10 & 11. 1	11. 14	4. 1-35
	12. 17	11. 2-17	13. 1-17	4. 35-5. 21

I-KALENDA.

KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENMIHLA.

U-SEPTEMBER UNENTSHUKU EZINGAMASHUMI MATATU.

	UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.
1	U-Giles, i-Abbot. U-Hezekeli 13. 17	Kwabase-Korinte I. 11. 17	U-Hezekeli 14. 1-12	U-Marko — 5. 21
2	14. 12	12. 1-28	16. 44	6. 1-14
3	18. 1-19	12. 28 & 13	18. 19	6. 14-30
4	20. 1-18	14. 1-20	20. 18-33	6. 30
5	20. 33-44	14. 20	22. 23	7. 1-24
6	24. 15	15. 1-35	26	7. 24-8. 10
7	U-Evartius, i- Bishop.			
8	U-Hezekeli 27. 1-26 Ukuzalwa kwe- Ntomb u-Mari- ya. U-Hezekeli 25. 1-20	15. 35	27. 26	8. 10-9. 2
9	32. 1-17	Kwabase-Korinte II. 1. 1-23	33. 1-21	9. 2-30
10	23. 21	1. 23-2. 14	34. 1-17	9. 30
11	34. 17	2. 14 & 3	36. 16-33	10. 1-32
12	37. 1-15	4	37. 15	10. 32
13	47. 1-13	5	U-Daniyel — 1	11. 1-27
14	Eyomqamlezo Ongwele. U-Daniyel 2. 1-24	6 & 7. 1	2. 24	11. 27-12. 13
15	3	7. 2	4. 1-19	12. 13-35
16	4. 19	8	5. 1-17	12. 35-13. 14
17	U-Lambert, i- Bishop.			
18	U-Daniyel — 5. 17	9	6	14. 1-27
19	7. 1-15	10	7. 15	14. 27-33
20	9. 1-20	11. 1-30	9. 20	14. 63
21	Eyokuzi a. U-Daniyel — 10. 1-20	11. 30-12. 14	12	15. 1-42
22	U-Mateyu Ongwe- le, um-Postile.	12. 14 & 13		15. 42 & 16
23	U-Hoseya — 2. 14	Kuma-Galati — 1	U-Hoseya 4. 1-13	U-Luka — 1. 1-26
24	5. 8-6. 7	2	7. 8	1. 26-27
25	8	3	9	1. 27
26	10	4. 1-21	11 & 12. 1-7	2. 1-21
27	U-Cyprian Ongwe- le, i-Archbishop. U-Hoseya 13. 1-15	4. 21-5. 13		2. 21
28	U-Yowell — 1	5. 13	U-Yowell 2. 1-15	3. 1-23
29	2. 15-28 U-Mikaveli Ongwe- le ne-Ngelosi zanka.	6	2. 23-3. 9	4. 1-18
30	U-Jerome Ongwe- le. U-Yowell — 3. 9	Kwabase-Efeso 1	U-Amos 1 & 2. 1-4	4. 16

I-KALENDA,
KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENIHILA.

U-OCTOBER UNENTSUKU EZINGAMASHUMI MATATU ANANYE.

UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO RESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO RESIBINI.
1 U-Remajus, i-Bishop.	Kwabase-Efeso 2	U-Amos — 4. 4	U-Luka — 5. 1-17
2 U-Amos 9 4-3.9	— 3	— 5. 18-6. 9	— 5. 17
3 — 0. 1-18	— 4. 1-25	— 8	— 6. 1-20
4 — 9	— 4. 25-5. 22	U-Obadiya.	— 6. 20
5 U-Yona — 1	— 5. 22-6. 10	U-Yona — 2	— 7. 1-24
6 U-Fath, i-Ntombi no-Mfeli.	— 6. 10	— 4	— 7. 24
7 U-Yona — 3	— 1. 1-10	U-Mika — 2	— 8. 1-26
8 U-Mika — 1	— 1	— 4	— 8. 20
9 U-Denys Ongwele, i-Bishop.	— 3	— 6	— 9. 1-29
10 U-Mika — 5	— 4	U-Nahum — 1	— 9. 29-31
11 U-Nahum — 2	Kwabase-Kolose — 1. 1-21	— 3	— 9. 31-10. 17
12 U-Habakuki — 1	— 1. 21-2. 8	U-Habakuki — 2	— 10. 17
13 Ukufuduswa kwe-sidumba eka-Edward, u-Kumkani ne-Nqina	— 2. 8	U-Tsefaniya 1. 1-14	— 11. 1-20
14 U-Habakuki — 3	— 3. 1-18	— 2. 4	— 11. 29
15 U-Tsefaniya — 1. 14-2. 4	— 3. 18 & 4	U-Hagayi — 1	— 12. 1-38
16 U-Hagayi 2. 1-10	Kwabase - Tesalonia I. — 1	— 2. 10	— 12. 35
17 U-Bitheldreda, i-Ntombi.	— 2	U-Zekariya — 1. 13 & 2	— 13. 1-18
18 U-Zekariya 1. 1-18	— 3	— 4	— 13. 18
19 U-Luka Ongwele, un-Vangeli.	— 5	— 6	— 14. 1-25
20 U-Zekariya — 3	— 5	— 6	— 14. 25-15. 11
21 — 7	Kwabase - Tesalonia II. — 1	— 8. 1-14	— 15. 11
22 — 8. 14	— 2	— 9. 9	— 16
23 — 10	— 3	— 11	— 17. 1-20
24 — 12	Ku-Timoti I. — 1. 1-18	— 13	— 17. 20
25 U-Crispin, un-Feli.	— 1. 18 & 2	U-Malaki — 1	— 18. 1-31
26 U-Zekariya — 14	— 3	— 3. 1-13	— 18. 31-19. 11
27 U-Malaki — 2	— 4	Ubulumko — 1	— 19. 11-28
28 U-Malaki 3. 13 & 4	— 5	— 5	— 19. 28
U-Simon Ongwele no-Fuda Ongwele, aba-Postile.	— 6	— 4. 7	— 20. 1-27
29 Ubulumko — 2	— 6. 22-7. 15	— 1	— 20. 27-21. 5
30 — 6. 1-22	— 2	— 8. 1-19	— 21. 5
31 Eyokuzila.	Ku-Timoti II. — 1	— 2	— 21. 5
Ubulumko — 7. 15	— 2	— 2	— 21. 5

I-KALENDA,
KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENIHILA.

U-NOVEMBER UNENTSUKU EZINGAMASHUMI MATATU.

UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO RESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO RESIBINI.
1 Ukhla sea-Bangesele bonke.	Ku-Timoti II. — 3	Ubulumko 11. 1-13	U-Luka 22. 1-31
2 Ubulumko — 9	— 4	— 17	— 22. 31-34
3 — 11. 15-12. 3	Ku-Tito — 1	I-Ecclesiasticus 2	— 22. 54
4 I-Ecclesiasticus — 1. 1-14	— 2	— 4. 10	— 23. 1-26
5 — 3. 17-30	— 3	— 7. 27	— 23. 26-30
6 U-Leonard, i-Nqina.	Ku-Philemon. — 14. 1-20	— 14. 1-20	— 23. 60-24. 13
7 I-Ecclesiasticus 5	Kuma-Hebere 1	— 16. 17	— 24. 13
8 — 10. 18	— 2 & 3. 1-7	— 18. 15	U-Yohane 1. 1-29
9 — 15. 9	— 3. 7-4. 14	— 22. 6-24	— 1. 29
10 — 19. 13	— 4. 14 & 5	— 24. 24	— 2
11 U-Martin, i-Bishop.	— 6	— 34. 15	— 3. 1-22
I-Ecclesiasticus — 24. 1-24	— 7	— 37. 8-19	— 3. 22
12 — 33. 7-23	— 8	— 39. 13	— 4. 1-31
13 U-Britius, i-Bishop.	— 9	— 42. 15	— 4. 31
I-Ecclesiasticus 35	— 10, 1-19	— 50. 1-25	— 5. 1-24
14 — 39. 1-13	— 10. 10	— 51. 10	U-Baruki 4. 1-21
15 U-Machutus, i-Bishop.	— 11. 1-17	— 11. 1-17	U-Yesaya 1. 1-21
I-Ecclesiasticus — 11. 17	— 12	— 12	— 2
16 — 41. 1-14	— 13	— 13	— 6. 22-61
17 — 44. 1-16	— 12	— 12	— 6. 41
U-Hugh, i-Bishop.	— 13	— 13	— 7. 1-25
I-Ecclesiasticus — 51. 10	— 1	— 7. 1-17	— 7. 25
18 U-Baruki 4. 36 & 5	— 2	— 8. 15-9. 8	— 8. 1-31
19 U-Yesaya — 1. 21	— 3	— 10. 5-20	— 8. 31
20 U-Edmund, u-Kumkani.	— 4	— 11. 1-10	— 9. 1-39
U-Yesaya 3. 1-16	— 5	— 12	— 9. 39-10. 23
— 5. 1-18	— 6	— 13	— 10. 23
21 U-Cecilia, i-Ntombi no-Mfeli.	— 7	— 14. 1-24	— 11. 1-17
U-Yesaya — 6	— 8	— 15	— 11. 17-47
22 U-Clement, i-Bishop.	— 9	— 16	— 12
U-Yesaya 8. 5-18	— 10	— 17	— 13
— 9. 8-10. 5	— 11	— 18	— 14
24 U-Catherine, i-Ntombi.	— 12	— 19	— 15
U-Yesaya — 10. 20	— 13	— 20	— 16
— 11. 10	— 14	— 21	— 17
26 — 12. 3	— 15	— 22	— 18
27 — 13	— 16	— 23	— 19
28 — 1. 22-2. 11	— 17	— 24	— 20
29 Eyokuzila.	— 18	— 25	— 21
U-Yesaya 19. 1-16	— 19	— 26	— 22
U-Ana na Ongwele, un Postile.	— 20	— 27	— 23
— 2. 11-3. 8	— 21	— 28	— 24
— 3	— 22	— 29	— 25
— 4	— 23	— 30	— 26
— 5	— 24	— 31	— 27
— 6	— 25	— 1	— 28
— 7	— 26	— 2	— 29
— 8	— 27	— 3	— 30
— 9	— 28	— 4	— 31
— 10	— 29	— 5	— 1
— 11	— 30	— 6	— 2
— 12	— 31	— 7	— 3
— 13	— 1	— 8	— 4
— 14	— 2	— 9	— 5
— 15	— 3	— 10	— 6
— 16	— 4	— 11	— 7
— 17	— 5	— 12	— 8
— 18	— 6	— 13	— 9
— 19	— 7	— 14	— 10
— 20	— 8	— 15	— 11
— 21	— 9	— 16	— 12
— 22	— 10	— 17	— 13
— 23	— 11	— 18	— 14
— 24	— 12	— 19	— 15
— 25	— 13	— 20	— 16
— 26	— 14	— 21	— 17
— 27	— 15	— 22	— 18
— 28	— 16	— 23	— 19
— 29	— 17	— 24	— 20
— 30	— 18	— 25	— 21
— 31	— 19	— 26	— 22

I-KALENDA,

KUNYE NEZIFUNDO ZEMIHLA NGENIHILA.

U-DECEMBER UNENISUKU EZINGAMASHUMI MATATU ANANYE.

	UMTANDAZO WAKUSASA.		UMTANDAZO WANGOKUHLWA.	
	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.	ISIFUNDO SOKUQALA.	ISIFUNDO SESIBINI.
1	U-Yesaya 21. 1-13	U-Petros I. 3. 8-4. 7	U-Yesaya 22. 1-15	U-Yohane 11. 47-12. 20
2	22. 15	4. 7	23	12. 20
3	24	6	25	13. 1-21
4	26. 1-20	U-Petros II. — 1	26. 20 & 27	13. 21
5	28. 1-14	2	28. 14	14
6	U-Nicolas, i-Bishop.			
7	U-Yesaya 29. 1-9	3	29. 9	15
8	Ukumfwa kwe-Ntombi u-Mariya.	U-Yohane I. — 1	30. 18	16. 1-16
9	U-Yesaya — 31	2. 1-15	32	16. 16
10	33	2. 15	34	17
11	35	3. 1-16	40. 1-12	18. 1-28
12	40. 12	3. 16-4. 7	41. 1-17	18. 28
13	41. 17	4. 7	42. 1-18	19. 1-20
14	U-Lucy, i-Ntombi no-Mfeli.			
15	U-Yesaya 42. 15-43. 8	5	43. 8	19. 25
16	44. 1-21	U-Yohane II.	44. 21-45. 8	20. 1-19
17	45. 8	U-Yohane III.	46	20. 19
18	O Sapientia.			
19	U-Yesaya — 47	U-Yuda.	48	21
20	49. 1-13	Isi-Tyilelo — 1	49. 13	Isi-Tyilelo 2. 1-18
21	50	2. 18-3. 7	51. 1-9	3. 7
22	51. 9	4	52. 1-13	5
23	Eyokuzila.			
24	U-Yesaya 52. 13 & 53	6	54	7
25	U-Tomas Ongewele, um-Postile.			
26	U-Yesaya — 55	8	56	10
27	57	11	58	12
28	Eyokuzila.			
29	U-Yesaya — 59	14	60	15
30	U-Mhla we-Kristmas			
31	U-Stefano Ongewele, um-Feli.			
32	U-Yohane Ongewele, um-Vangeli.			
33	U-Mhla we-Ntombi esingewele.	16	62	18
34	U-Yesaya — 61	19. 1-11	63	19. 11
35	63	20	64 & 65. 1-8	21. 1-16
36	U-Silvester, i-Bishop.			
37	U-Yesaya — 65. 8	21. 15-22. 6	65	22. 6

IZICWANGCISO NEMIGAQO YEMINI ZEMI-GCOBO;

KUNYE NEMINI ZOKUZILA UKUDLA.

IMIGAQO EYALATISAYO UKUBA IQALA NININA IMI-GCOBO NEMINI EZINGOWELE.

U-Mhla we-Pasika, ekufumaneka ngayo eminye imi-Gcobo kusoloko uba nge-Cawa yokuqala emva kokuba inyanga ihlangene, okuti oku kwenzeka ngomhla wamashumi mabini ananye ka-March, nokuba kusemva koko; kuze kuti, ukuba inyanga ihlangene ngemini ye-Cawa, umhla we-Pasika ube yi-Cawa elandelayo.

I-Cawa ye-Advent yeyona Cawa ikufupi ku-Mhla ka-Andreyana Ongewele, nokuba kupambi kwayo, nokuba kungasemva.

I-Cawa ye-Setwajesima yi-Cawa yesitoba pambi kwe-Pasika.

I-Cawa ye-Sezajesima yi-Cawa yesibozo pambi kwe-Pasika.

I-Cawa ye-Kwinkwajesima yi-Cawa yesixenxe pambi kwe-Pasika.

I-Cawa ye-Kodrajesima yi-Cawa yesitandatu pambi kwe-Pasika.

I-Cawa ye-Rogation yi-Cawa yesihlanu emva kwe-Pasika.

U-Mhla woku-Nyukela ngumhla wamashumi mane emva kwe-Pasika.

I-Cawa ye-Pentekost yi-Cawa yesixenxe emva kwe-Pasika.

I-Cawa yo-Mtriniti yi-Cawa yesibozo emva kwe-Pasika.

UCWANGCISO LWEMI-GCOBO YONKE EMAYENZIWE YI-KERIKE UNYAKA WONKE.

Zonke imini ze-Cawa kumnyaka wonke.

IMINI yokw-Aluka kuka-YESU KRISTU i-Nkosi yetu.

" ye-Epifani.

" yoku-Guquka kuka-Paulos Ongewele.

" yoku-Hlanjululwa kwe-Ntombi encomekayo.

" ka-Matias Ongewele, um-Postile.

" yoku-Shunyayezwa kwe-Ntombi encomekayo.

" ka-Marko Ongewele, um-Vangeli.

" ka-Filipu Ongewele no-Yakobi Ongewele, aba-Postile.

" yoku-Nyukela kwe-Nkosi yetu u-YESU KRISTU.

IMINI ka-*Barnabas* Ongewele.

- „ yoku-Zalwa kuka-*Yohane* Ongewele, um-*Baptizi*.
 „ ka-*Petros* Ongewele, um-Postile.
 „ ka-*Yakobi* Ongewele, um-Postile.
 „ ka-*Bartolomeyu* Ongewele, um-Postile.
 „ ka-*Mateyu* Ongewele, um-Postile.
 „ ka-*Mikayeli* Ongewele ne-Ngelosi zonke.
 „ ka-*Luka* Ongewele, um-Vangeli.
 „ ka-*Simon* Ongewele no-*Yuda* Ongewele, aba-Postile.
 „ ya-Bangewele bonke.
 „ ka-*Andreya* Ongewele, um-Postile.
 „ ka-*Tomas* Ongewele, um-Postile.
 „ yoku-Zalwa kwe-Nkosi yetu.
 „ ka-*Stefano* Ongewele, um-Feli.
 „ ka-*Yohane* Ongewele, um-Vangeli.
 „ ye-Ntsana ezingewele.

Umvulo no-Lwesibini kwi-veki ye-*Pasika*.

Umvulo no-Lwesibini kwi-veki ye-*Pentekost*.

UCWANGCISO LWE-VIGILS, IMINI ZOKUZILA, NEZOKUZIKUMLA,
 EMAZENZIWE, UNYAKA WONKE.

- UMHLA OWANDULELA IMINI yoku-Zalwa kwe-Nkosi yetu.
 „ „ „ yoku-Hlanjululwa kwe-Nto-
 mbi encomekayo u-*Mariya*.
 „ „ „ yoku-Shunya yezwa kwe-Nto-
 mbi encomekayo.
 „ „ „ ye-*Pasika*.
 „ „ „ yoku-*Nyukela*.
 „ „ „ ye-*Pentekost*.
 „ „ „ ka-*Matiyas* Ongewele.
 „ „ „ ka-*Yohane* Ongewele, um-
Baptizi.
 „ „ „ ka-*Petros* Ongewele.
 „ „ „ ka-*Yakobi* Ongewele.
 „ „ „ ka-*Bartolomeyu* Ongewele.
 „ „ „ ka-*Mateyu* Ongewele.
 „ „ „ ka-*Simon* Ongewele no-*Yuda*
 Ongewele.
 „ „ „ ka-*Andreya* Ongewele.
 „ „ „ ka-*Tomas* Ongewele.
 „ „ „ ya-Bangewele bonke.

¶ Xa enye yezi-Mini zom-Gcobo iba ngo-Mvulo, yoti
 i-*Vigil*, nokuba yimini yokuzila ukudla, yenziwe ngo-Mgqibelo,
 ingenziwa ngemini ye-Cawa eyandulelayo.

IMINI ZOKUZILA UKUDLA.

- I. Intsuku ezimashumi mane ze-Lent.
 II. Imini ze-'Ember' oko kukuti
 Olwesitatu, Olwesihlanu, } Cawa yokugala ye-Lent.
 Mini ye-Pentekost.
 no-Mgqibelo emva kwe- } ye-14 ka-*September*.
 ye-13 ka-*December*.
 III. Imini ze-'Rogation,'oko kukuti u-Mvulo, Olwesibini,
 no-Lwesitatu pambi ko-Lwesine olungewele, olungu-
 mhla woku-Nyukela kwe-Nkosi yetu.
 IV. Zonke intsuku zo-Lwesihlanu kumnyaka wonke,
 ingenguwo u-*Mhla we-Kristmas*.

IMINI ENKULU ENENKONZO EYIMISELWEYO.

Omhla wesitandatu ka-*May*, oyimini awaqala ngayo u-
 Kumkani ukupata ubukosi.

ISALATISO SOKWALATA

IMINI EZINKULU ZE-KERIKE

KUSUSELA KU—1917 KUDE KUBE NGU—1945.

Umnyaka we-Nkosi.	I-Cawa ezilandela I-Epfani.	I-Cawa ye-Sotwamesima.	Umhla wokuqala we-Lent.	Umhla we-Fasika.	I-Cawa ye-'Rogation.'	Umhla woku-nyukela.	I-Cawa ye-Pentekost.	I-Cawa ezilandela eyondela Mirinini.	I-Cawa ye-Advent.
1917	4	Feb. 4	Feb. 21	Apr. 8	May 13	May 17	May 27	25	Dec. 2
1918	4	Jan. 27	Jan. 13	Mar. 31	May 5	May 9	May 19	26	Dec. 1
1919	4	Feb. 16	Mar. 5	Apr. 20	25	29	June 8	23	Nov. 30
1920	4	1	Feb. 18	4	9	13	May 23	25	28
1921	4	Jan. 23	9	Mar. 27	1	5	15	26	27
1922	4	Feb. 12	Mar. 1	Apr. 16	21	25	June 4	24	Dec. 3
1923	4	Jan. 28	Feb. 14	1	6	10	May 20	26	2
1924	4	Feb. 17	Mar. 5	20	25	29	June 8	23	Nov. 30
1925	4	8	Feb. 25	12	17	21	May 31	24	29
1926	4	Jan. 31	17	4	9	13	23	25	28
1927	4	Feb. 13	Mar. 2	17	22	26	June 5	23	27
1928	4	5	Feb. 22	8	13	17	May 27	25	Dec. 2
1929	4	Jan. 27	13	Mar. 31	5	9	19	26	1
1930	4	Feb. 16	Mar. 5	Apr. 20	25	29	June 8	23	Nov. 30
1931	4	1	Feb. 18	5	10	14	May 24	25	29
1932	4	Jan. 24	10	Mar. 27	1	5	15	26	27
1933	4	Feb. 12	Mar. 1	Apr. 16	21	25	June 4	24	Dec. 3
1934	4	Jan. 28	Feb. 14	1	6	10	May 20	26	2
1935	4	Feb. 17	Mar. 6	21	26	30	June 9	23	1
1936	4	9	Feb. 26	12	17	21	May 31	24	Nov. 29
1937	4	Jan. 24	10	Mar. 28	2	6	16	26	28
1938	4	Feb. 13	Mar. 2	Apr. 17	22	26	June 5	23	27
1939	4	5	Feb. 22	9	14	18	May 28	25	Dec. 3
1940	4	Jan. 21	Feb. 7	Mar. 24	Apr. 28	2	12	27	1
1941	4	Feb. 9	26	Apr. 13	May 18	22	June 1	24	Nov. 30
1942	3	1	18	5	10	14	May 24	25	29
1943	6	21	Mar. 10	25	30	June 3	June 13	22	28
1944	4	6	Feb. 23	9	14	May 18	May 28	25	Dec. 3
1945	3	Jan. 28	14	1	6	10	20	26	2

UMTANDAZO WAKUSASA

WEMIHLA NGEMIHLA.

¶ *Ekuqaleni kom-Tandazo wa-Kusasa u-Mfundisi makafunde ngezwi elivakalayo sibe sinye nokuba kungapezulu kwezi-Zahlukwana. Andul' ukuteta okubalweyo emva kwazo.*

UMNTU okohlakeleyo akuguquka enkohlakalweni yake ayenzileyo, enze ngokomteto nokulungileyo, wowusindisa unpefumlo wake.

U-Hezekeli xviii. 27.

Ndiyazivuma izigqito zam, isono sam sihleli sipambi kwam.

I-Ndumiso li. 3.

Sitelisa ubuso bako ezonweni zam, ubucime bonke ubugwenxa bam.

I-Ndumiso li. 9.

Amadini ka-Tixo ngumoya owapukileyo: intliziyo eyapukileyo etyunkileyo akuyikuyidela, Tixo.

I-Ndumiso li. 17.

Razulani intliziyo zenu, ingabi zingubo zenu, nibuyele e-Nkosini u-Tixo wenu: kuba enofefe, enemfesane yena, equmba kade, enenceba enkulu, ezohlwaya ngenxa yobubi.

U-Yoveli ii. 13.

E-Nkosini u-Tixo wetu yimfesane noxolelo, nakuba simonile: asipulapulanga izwi le-Nkosi u-Tixo wetu, ukuba sihambe ngeniyalelo yake ayibeke pambi kwetu.

U-Daniyeli ix. 9, 10.

Nditetise, Nkosi, kodwa makube ngokomteto, kungabi ngomsindo wako, hleze unditshabise.

U-Yeremiya x. 24. I-Ndumiso vi. 1.

Guqukani, kuba ubukumkani bezulu busondele.

U-Mateyu Ongcwele iii. 2.

Ndiyakusuka ndiye kubawo, nditi kuye, Bawo, ndonile kulo izulu nasemehlweni ako, andisafanele kubizwa ngokutiwa ndingunyana wako.

U-Luka Ongcwele xv. 18, 19.

Zungasisi ematyaleni isicaka sako, Nkosi; ngokuba pambi kwako akukó namnye uhleliyo olilungisa.

I-Ndumiso cxliiii. 2.

Ukuba siti asinasono, siyazilahlekisa, inyaniso ayikó kuti: ukuba siyazixela izono, unokutembeka elilungisa lokusixolela izono, asihlambulule kuko konke ukungalungisi. **I Ka-Yohane Ongcwele** i. 8, 9.

BATANDWA, kutiwa ezi-Bálweni kwindawo nge-ndawo masivume sizixele izono zetu ezininzi nenkohlakalo yetu; singazifihli ku-Tixo u-Somandla u-Bawo wetu wasezulwini, kodwa sizixele ngentliziyo elulamileyo, eguqukayo, evayo; ukuze sizixolelwe ngenxa yenceba yake engapeliyo. Nangona sifanele ukuzivuma izono zetu ngolulamo pambi ko-Tixo ngamaxesha onke, simelwe kukwenjenjalo ngokukodwa manxa sihlangeneyo size kubulela intsikelelo esizifumeneyo kuye, sivakalise udumo lwake, silive i-Lizwi lake elingcwele, sicele okulungele umzimba nompufumlo. Nditl ngoko kuni nonke bakóyo, ndipelekeni ngentliziyo enyanisekileyo nangelizwi elibekekileyo, siye sizitobe pambi ko-Bawo onofefe, siti sonke;

¶ *Ukuvunywa kwezono okutetwa yintlanganiso yonke emva ko-Mfundisi, beguqile bonke.*

BAWO Somandla, Olufefe lukulu; Sipambukile salahlekana nendlela zako njengegusha ezilahlekileyo. Sigqitisile ukulandela amaqinga neminqweno yentliziyo zetu. Siyapule imiteto yako engcwele. Siziyekile asazenza izinto ebesifanele

ukuzenza; Senza izinto ebesingafanele ukuzenza; Akukó kupila kuti. Kodwa wena, Nkosi, yiba netafu kuti tina boni balusizi. Banyamezele, Tixo, abazixelayo izipóso zabo. Babuyisele abaguqukayo; Ngokwezitombiso zako ezishunyayelweyo ebantwini ngaye u-Kristu Yesu i-Nkosi yetu. Uz' uti, Bawo otafu likulu, wenze ngenxa yake; Okokuba siti ukususela koku, sihlale ngokumkonza u-Tixo, Ngokulungileyo, nangobuncatu, Kuze kudunyiswe i-Gama lako elingcwele. Amen.

¶ *Iizwi loku-Kuhlulwa kwezono elitetwa ngum-Priste yedwa, emi, abantu besaguqile.*

U-TIXO u-Somandla, u-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ongakutandiyo ukufa komoni, kodwa otanda ukuba aguquke enkohlakalweni yake, apile; owanika aba-Fundisi bake igunya nomyalelo wokushumayela ebantwini bake, beguqukile, ukukúlulwa nokuxolelwa kwezono zabo: Yena uyabaxolela abakúlule bonke abaguqukayo ngenyaniso, bekólwa ngokwenene yi-Vangeli yake engcwele. Ngoko masimtandaze ukuba asipé inguquko eyinene no-Moya wake Oyingcwele, ukuze oko sikwenzayo kaloku-nje kutandeké kuye; buze ubomi betu emva koku bube msulwa, bube ngcwele; siti ekugqibeleni singene enywebeni yake yapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu.

¶ *Apa abantu mabapendule ngokuti Amen, benjenjalo nasekupeleni kwayo yonke imitandazo.*

¶ *Andule u-Mfundisi aguqe atete um-Tandazo we-Nkosi ngezwi elivakalayo; abantu besaguqile, bavutete kunye naye apa nakuzo zonke indawo osakutetwa kuzo.*

BAWO wetu osezulwini, Malingewaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa

ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingeni ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni: Ngokuba ubukumkani bobako, Namandla, nodumo, Ngonapakade. Amen.

¶ *Aze ati,*

Nkosi, vula imilomo yetu.

Abantu. Ize ivakalise indumiso yako.

Um-Priste. Tixo, káuleza ukusisindisa.

Abantu. Nkosi, káuleza ukusisiza.

¶ *Aze ati um-Priste, bemi bonke,*

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyi-ngewele;

Abantu. Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

Um-Priste. Bongani i-Nkosi.

Abantu. Malibongwe i-Gama le-Nkosi.

¶ *Kwandul' ukutetwa, okunye kuculwe, le-Ndumiso ilandelayo: iyekwe ngomhla we-Pasika, omiselwe iculo elilimbí; nangomhla weshumi elinesitoba mayiyekwe apa, ingene kwi-Ndumiso zalomhla.*

I-Ndumiso xcv.

YIZANI siculele I-NKOSI: sigcobele kwiliwa losindiso lwetu.

Masize pambi kwayo sinombulelo: sigcobele kuyo ngamaculo.

Ngokuba I-NKOSI ingu-Tixo omkulu: ingu-Kumkani omkulu pezu kwabo bonke otixo.

Inzulu zomhlaba zisesandleni sake: nencopo zentaba zezake.

Ulwandle lolwake, walwenza: nezandla zake zawubumba umhlaba owomileyo.

Yizani, masiqubude siwe pantsi: siguqe pambi kwe-NKOSI u-Mdali wetu.

Ngokuba ngu-Tixo wetu yena: tina singabaluswa nguye, sizigusha zesandla sake.

Namhla, ukuba ninokuliva izwi lake! Musan' ukuzenza lukuni intliziyo zenu: njengomhla wempikiswano, mini nandilingayo entlango.

Oko bandilingayo oyihlo: bandicikida, bewubona umsebenzi wam.

Iminyaka emashumi mane ndafuquka sesisizukulwana, ndati: Ngabantu abapambukayo ngentliziyo, abazazi indlela zam.

Ndada ndafunga ndinomsindo, ndati: Abasayikungena ekupumleni kwam.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyi-ngewele;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Apa kulandela i-Ndumiso ngokumiswa kwazo. Eku-peleni kwe-Ndumiso zonke ngazinye kuyakutwa,*

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyi-ngewele;

Abantu. Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Kwandule kufundwe ngezwi elivakalayo elicacileyo isi-Fundo sokuqala, sitatyalwe e-Testamenteni e-Ndala, ngokumiswa kwazo e-Kalendeni, ngapandle kokuba kube kukó ezimiselwe imihla etile: ati lowo ufundayo eme ebêke ebantwini ukuze awiwe kakuhle ngabo bonke abakôyo. Kwandule kuletwe, okunye kuvunywe, imihla ngemihla i-Ngoma etl' ukugala kwayo Siyakubonga, Tixo.*

¶ *Pambi kwezi-Fundo zonke u-Mfundisi uyakuti: Isa-hluko esitile, okanye Isahlukwana esitile sesahluko*

esitile, sencwadi etile : *Ekugqibeleni kwesi-Fundo kutlwe*, Sipéla apa esokuqala, *okanye* esesibini isi-Fundo.

SSIYAKUBONGA, Tixo : sikuvuma ukuba uyi-Nkosi.

Umlhlabo wonke unqula wena : Yise wapakade.

Zonke i-Ngelosi ziyadandulukela kuwe : amazulu, nawo onke amandla akuwo.

I-Kerubin ne-Serafin : zihlala zidanduluka zisiti, Ngewe, Ngewe, Ngewe : Nkosi, Tixo wemi-kosi.

Lizele izulu nomhlaba : bubuqaqauli nodumo lwako.

Ibuto elidumileyo laba-Postile : libonga wena.

Umkosi omhle waba-Profithe : ubonga wena.

Ibandla la-Bafeli elambete ezimhlope : libonga wena.

I-Kerike engewe ekulo lonke : ivuma wena wedwa ;

U-Yise : obukosi bungunapakade ;

Okupéla ko-Nyana wako : obekekileyo, onyanisekileyo ;

No-Moya Oyingewe : u-Monwabisi.

Ungu-Kumkani wodumo : Wena, Kristu.

Ungu-Nyana wapakade : ka-Yise.

Wati wena wakuza kukúlula abantu : akwasidela isizalo se-Ntombi.

Wati wakweyisa ulwamvila lokufa : wabuvulela onke arakólwa ubu-Kumkani be-Zulu.

Uhleli ngasekunene kuka-Tixo : ebuqaqaulini buka-Yihlo.

Siyakólwa ukuba uyakuza : ube ngu-Mgwebi wetu.

Siyakutandaza ngoko zincede izicaka zako : ozikúluleyo ngegazi lako elinqabē kunene.

Zibalele enanini labangewe bako : ebungwaliseni obungenakupéla.

Nkosi, sindisa abantu bako : ulisikelele ilifa lako.

Balaule, ubapakamise : kude kube ngunapakade.

Imihla ngemihla : sihlala sikuncoma ;

Sinqule i-Gama lako : kude kube ngunapakade.

Mauvume, Nkosi : ukusigcina ngalemini singabi nasono.

Taru, Nkosi : taru, Nkosi.

Nkosi, itaru lako malibe nati : njengokuba sitembele kuwe.

Nkosi, nditembele kuwe : mandingaze ndidaniswe.

¶ Okunye le-Ngoma.

NONKE nina misebenzi ye-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina zi-Ngelosi ze-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina mazulu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina manzi apezu kwesibákabáka, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nonke nina mandla e-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina langa nenyanga, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina zinkwenkwezi zezulu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina zimvula nombete, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina mimoya ka-Tixo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina mililo nobushushu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina busika nehlobo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina mibete neqabaka, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina qabaka nengqele, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina mkence neképu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina busuku nemini, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina kukánya nobumnyama, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina mibane namafu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Umhlaba mawuyidumise i-Nkosi : uyibonge uyipakamise ngonapakade.

Nina zintaba nenduli, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nonke nina zinto ziluhlaza zisemhlabeni, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina mitombo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina zilwandle nemilambo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina minenga, nako konke okuhamba emanzini, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nonke nina zintaka, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nonke nina zinkomo nezilo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina lusapo lwabantu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

O-Sirayeli mabayidumise i-Nkosi : bayibonge bayipakamise ngonapakade.

Nina ba-priste be-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina zicaka ze-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina bomoya nemipefumlo yamalungisa, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade,

Nina bangwele nabalulamileyo ngentliziyo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Nina Ananiyasi, Azariyasi, no-Misayeli, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni niyipakamise ngonapakade.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingwele ;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Kwandul' ukufundwa isi-Fundo sesibini, sitatyiwa e-Testamenteni e Ntsha. Kulandele le-Ngoma, kodwa iyekwe nxa ifundwa esi-Fundweni salomini, nanxa ifundwa e-Vangelini ngomhla ka-Yohane u-Mbáptizi.*

U-Luka Ongwele i. 68.

MAYIDUNYISWE i-Nkosi u-Tixo ka-Sirayeli : ngokuba ubavelele abantu bake wabakúlula ;

Usipakamisele upondo losindiso : endlwini ka-Davide isicaka sake ;

Njengoko watetayo ngomlomo waba-profite bake abangwele : ababekó kwasekuqaleni komhlaba.

Okokuba sisindiswe ezintshabeni zetu : nasesandleni sabó bonke abasitiyayo ;

Ukubenzela inceba obawo : akumbule umnqopiso wake ongwele ;

Isifungo awasifungela u-Abraham ubawo wetu : sokusenzela ;

Ukuba sisindiswe esandleni sentshaba zetu : simkonze singenakoyika ;

Ngobungwele nangobulungisa pambi kwake : yonke imihla yobomi betu.

Nawe, mntwana, uyakubizwa ngokutiwa ungum-Profite w-Opezu konke : kuba uyakuhamba pambi kwe-Nkosi ulungise indlela zayo ;

Ukwazisa ebantwini bayo usindiso : ngokuxolelwa kwezono zabo,

Ngenxa yemfesane netafu lika-Tixo wetu : ote ngaye wasivelela umso wapezulu ;

Ukukanyisela abahleli ebumnyameni nasetunzini lokufa : nokukokela inyawo zetu endleleni yoxolo.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingwele ;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Okunye le-Ndumiso.*

I-Ndumiso c.

GCOBELANI I-NKOSI, mhlaba wonke : yikonzeni I-NKOSI nivuya, nize pambi kwayo ninengoma.

Yazini ukuba I-NKOSI ingu-Tixo yona : nguye owasenzayo, singabake tina ; singabantu bake, negusha zedlelo lake.

Ngenani emasangweni ake nibulela, ezintendelezweni zake nidumisa : bulelani kuye, nilincome i-Gama lake.

Ngokuba I-NKOSI inomsa, itafu layo lingunapakade : ukunyaniseka kwayo kukwizizukulwana ngezizukulwana.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingwele ;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Kuculwe, okanye kutetwe, i-Ngxelo yo-Kdlo yaba-Postile ngu-Mfundisi nabantu, bemi ; ukuba ngalomini akumiselwanga eka-Athanasius.*

NDIYAKOLWA ku-Tixo u-Yise u-Somandla, u-Mdali wezulu nomhlaba :

Naku-Yesu Kristu okupela ko-Nyana wake, i-Nkosi

yetu, Owakaulwa ngo-Moya Oyingwele, Wazalwa yi-Ntombi u-Mariya, Weva ubunzima ngo-Pontiyus Pilato, Wabetelelwa emnqamlezweni, wafa, wancwatywa, Wehlela kwelabafileyo : Wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu, Wenyukela ezulwini, Uhleli ngasekunene kuka-Tixo u-Yise u-Somandla ; Apo ayakubuya evela kona agwebe abahleliyo nabafileyo.

Ndiyakolwa ku-Moya Oyingwele ; i-Kerike engwele eyi-Katolika ; Ubudlelane habangwele ; Ukuxolelwa kwezono ; Ukuvuka komzimba ekufeni ; Nobomi bapakade. Amen.

¶ *Bandule baguge bonke, kulandele lemitandazo ; u-Mfundisi aqale ati, ngelizwi elivakalayo,*

I-Nkosi maibe nani.

Abantu. Ibe nomoya wako.

Um-Fundisi. Masitandaze.

Tafu, Nkosi.

Tafu, Kristu.

Tafu, Nkosi.

¶ *Kwandul' ukutetwa um-Tandazo we-Nkosi ngu-Mfundisi nangabantu, ngokuwakalayo.*

BAWO wetu osezulwini, Malingewaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni ; Usisindise ekohlakalweni. Amen.

¶ *Ati um-Priste, emi,*

Nkosi, sibonise ububele bako.

Abantu. Usipé usindiso lwako.

Um-Priste. Nkosi, sindisa u-Kumkani.

Abantu. Usive ngetafu sakuzibika kuwe.

Um-Priste. Yambesa aba-Fundisi bako ngobu-lungisa.

Abantu. Uvuyise abantu bako abanyuliweyo.

Um-Priste. Nkosi, sindisa abantu bako.

Abantu. Ulisikelele ilifa lako.

Um-Priste. Sipé uxolo ngexesha letu, Nkosi.

Abantu. Ngokuba kungekó wumbi usilwelayo, nguwe wedwa, Tixo.

Um-Priste. Tixo, dala pakati kwetu intliziyo ezingwele.

Abantu. Ungamsusi kuti u-Moya wako Oyingewele.

¶ *Kulandele imi-Tandazwana emitatu; owokuqala, ngowalomhla ukóyo, okwangulowo umiselwe e-Tendelekweni we-Nkosi; owesibini, ngowokucela uxolo; owesitatu, ngowokucela ufefe lokuba silungise ukuhlala kwetu. Lemibini yokugqibela mayitwe imihla yonke e-Mtandazweni wa-Kusasa, beguqile bonke.*

Owesibini um-Tandazwana, owo-Xolo.

TIXO, Mbangi yoxolo notandano, okukwazi Wena kukudla ubomi, okukonza Wena yinkululeko kanye; Sikúsele tina zicaka zako ezilulamileyo kuko konke ukulwa kwentshaba zetu; ukuze, sitembé ukúselo lwako, singawoyiki amandla entshaba, ngamandla ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owesitatu um-Tandazwana, owo-Fefe.

NKOSI, Bawo wasezulwini, Tixo Somandla wapakade, osilondolozileyo kwada kwasa ngalemini; Silondoloze ngayo ngamandla ako amakulu; Yenza ukuba siti singeyeli sonweni, singangeni ngozini; zize zonke izenzo zetu zilaulwe nguwe, sihlale sisenza

okulungileyo pambi kwako, ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Apo kuculwayo, kulandela i-Culo.*

¶ *Kwandul' ukuhanjiswa lemi-Tandazo mihlanu ilandelayo, kodwa mini kumiselwe i-Litani, makutetwe eyokugqibela emibini kupéla, ngokudweliswa kwayo.*

Owokutandazela u-Kumkani.

NKOSI, Bawo wasezulwini, Opezulu, Omandla makulu, Kumkani wokumkani, Nkosi yenkosi, okupéla ko-Mlauli wezilauli, oti, use-troneni yako, ubone bonke abemi bomhlaba; Siyakutandaza ngentliziyo yonke, ukuba ukangele ngobubele u-Kumkani wetu u-GEORGE, umgalele ngo-Moya wako Oyingewele, ukuze ahlale ebéka entandweni yako, ahambe ngeindlela yako; Mtyebise kakulu ngezipo zasezulwini; menze ukuba ahlale ngokupila nangokonwaba; momeleze azoyise zonke intshaba zake; ati ekugqibeleni angene enywebeni yapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokutandazela usapo lo-Kumkani.

TIXO Somandla, Mtombo wako konke ukulunga, siyakukunga ngolulamo ukuba usikelele u-Kumkanikazi wetu u-Elizabeth, u-Mary u-Nina wo-Kumkani, in Kosazana u-Elizabeth: Bambese ngo-Moya wako Oyingewele; batyebise ngofefe lwako lwasezulwini; batamsanqele ngayo yonke inyweba; ubangenise ebukumkanini bako bapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokutandazela aba-Fundisi nabantu.

TIXO Somandla Ongunapakade, okupéla kowenza imimangaliso emikulu; Galela o-Bishop naba-Fundisi, na-Bantu abapátiswe bona, ngo-Moya wako

opilisayo; nokuze bakukólise kanye, uhlale ugalela pezu kwabo umbete wetamsanqa lako. Kwenze oku, Nkosi, ngenxa yo-Mteteleli no-Mtandazeli wetu u-Yesu Kristu. *Amen.*

Umtandazo ka-Krisostome.

TIXO Somandla, osipileyo ufefe ukuba siti ngantliziyonye siyisingisele kuwe imitandazo yetu; nositembisayo ukuba wóti kwakubutana babini, batatu, e-Gameni lako ubenzele izicelo zabo: Zenze kaloku, Nkosi, izicelo zezicaka zako, njengoko kulungele zona; usipé kwelilizwe ukuyazi inyaniso yako, nakwelizayo ubomi obungunapakade. *Amen.*

2 Kwabase-Korinte xiii.

UFEFE lwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, notando luka-Tixo, nobudlelane bo-Moya Oyingwele, malube nati sonke ngonapakade. *Amen.*

Upêla apa um-Tandazo wa-Kusasa.

UMTANDAZO WANGOKUHLWA

WEMIHLA NGEMIHLA.

¶ *Ekugaleni kom-Tandazo wango-Kuhlwa u-Mfundisi makafunde ngezwi elivakalayo sibe sinye nokuba kungapezulu kwezi-Zahlukwana. Andul' ukuteta okubúliweyo emva kwazo.*

UMNTU okohlakeleyo akuguquka enkohlakalweni yake ayenzileyo, enze ngokomteto nokulu-ngileyo, wowusindisa umpefumlo wake.

U-Hezekeli xviii. 27.

Ndiyazivuma izigqito zam, isono sam sihleli sipambi kwam. *I-Ndumiso li. 3.*

Sitelisa ubuso bako ezonweni zam, ubucime bonke ubugwenxa bam. *I-Ndumiso li. 9.*

Amadini ka-Tixo ngumoya owapúkileyo: intliziyo eyapúkileyo etyumkileyo akuyikuyidela, Tixo.

I-Ndumiso li. 17.

Razulani intliziyo zenu, ingabi zingubo zenu, nibuyele e-Nkosini u-Tixo wenu: kuba enofefe, enemfesane yena, equmba kade, enenceba enkulu, ezo-hlwaya ngenxa yobubi. *U-Yoweli ii. 13.*

Enkosini u-Tixo wetu yimfesane noxolelo, nakuba simonile: asipulapulanga izwi le-Nkosi u-Tixo wetu, ukuba sihambe ngemiyalelo yake ayibeke pambi kwetu. *U-Daniyeli ix. 9, 10.*

Nditetise, Nkosi, kodwa makube ngokomteto, kungabi ngomsindo wako, hleze unditshabise.

U-Yeremiya x. 24. I-Ndumiso vi. 1.

Guqukani, kuba ubukumkani bezulu busondele.

U-Mateyu Ongewele iii. 2.

Ndiyakusuka ndiye kubawo, nditi kuye, Bawo, ndonile kulo izulu nasemehlweni ako, andisafanele kubizwa ngokutiwa ndingunyana wako.

U-Luka Ongewele xv. 18, 19.

Zungasisi ematyaleni isicaka sako, Nkosi; ngokuba pambi kwako akukó namnye uhleliyo olilungisa.

I-Ndumiso exliii. 2.

Ukuba siti asinasono, siyazilahlekisa, inyaniso ayikó kuti: ukuba siyazixela izono, unokutembeka elilungisa lokusixolela izono, asihlambulule kuko konke ukungalungisi. 1 *Ka-Yohane Ongewele* i. 8, 9.

BATANDWA, kutiwa ezi-Bálweni kwindawo nge-ndawo masivume sizixele izono zetu ezininzi nenkohlakalo yetu; singazifihli ku-Tixo u-Somandla u-Bawo wetu wasezulwini, kodwa sizixele ngentliziyo elulamileyo, eguqukayo, evayo; ukuze sizixolelwe ngenxa yenceba yake engapeliyo. Nangona sifanele ukuzivuma izono zetu ngolulamo pambi ko-Tixo ngamaxsha onke, simelwe kukwenjenjalo ngokukodwa manxa sihlangeneyo size kubulela intsikelelo esizifumeneyo kuye, sivakalise udumo lwake, silive i-Lizwi lake elingewele, sicele okulungele umzimba nompefumlo. Nditi ngoko kuni nonke bakóyo, ndipelekeni ngentliziyo enyanisekileyo nangelizwi elibekekileyo, siye sizitobe pambi ko-Bawo onofefe, siti sonke;

¶ *Ukuvunywa kwezono okutetwa yinlanganiso yonke emva ko-Mfundisi, beguqile bonke.*

BAWO Somandla, Olufefe lukulu; Sipambukile sahlalekana nendlela zako njengegusha ezilahlekileyo. Sigqitisile ukulandela amaqinga neminqweno yentliziyo zetu. Siyapule imiteto yako engewele.

Siziyekile asazenza izinto ebesifanele ukuzenza; Senza izinto ebesingafanele ukuzenza; Akukó kupila kuti. Kodwa wena, Nkosi, yiba netafu kuti tina boni balusizi. Banyamezele, Tixo, abazixelayo izipóso zabo. Babuyisele abaguqukayo; Ngokwezitembiso zako ezishunyayelweyo ebantwini ngaye u-Kristu Yesu i-Nkosi yetu. Uz' uti, Bawo otafu likulu, wenze ngenxa yake; Okokuba siti ukususela koku, sihlale ngokumkonza u-Tixo, Ngokulungileyo, nangobuncatu, Kuze kudunyiswe i-Gama lako elingewele. Amen.

¶ *Ilizwi loku-Kúlulwa kwezono elitetwa ngum-Priste yedwa, emi, abantu besaguqile.*

U-TIXO u-Somandla, u-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ongakutandiyo ukufa komoni, kodwa otanda ukuba aguquke enkohlakalweni yake, apile; owanika aba-Fundisi bake igunya nomyalelo wokushumayela ebantwini bake, beguqukile, ukukúlulwa nokuxolelwa kwezono zabo: Yena uyabaxolela abakúlule bonke abaguqukayo ngenyaniso, bekólwa ngokwenene yi-Vangeli yake engewele. Ngoko masitandaze ukuba asipé inguquko eyinene no-Moya wake Oyingewele, ukuze oko sikwenzayo kaloku-nje kutandeke kuye; buze ubomi betu emva koku bube msulwa, bube ngewele; siti ekugqibeleni singene enywebeni yake yapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *Andule u-Mfundisi aguqe atete um-Tandazo we-Nkosi ngezwi elivakalayo; abantu besaguqile, bawutete kunye naye.*

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa

ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni: Ngokuba ubukumkani bobako, Namandla, nodumo, Ngonapakade. Amen.

¶ *Aze ati,*

Nkosi, vula imilomo yetu.

Abantu. Ize ivakalise indumiso yako.

Um-Priste. Tixo, káuleza ukusisindisa.

Abantu. Nkosi, káuleza ukusisiza.

¶ *Aze ati um-Priste, bemi bonke,*

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyi-
ngewele;

Abantu. Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

Um-Priste. Bongani i-Nkosi.

Abantu. Malibongwe i-Gama le-Nkosi.

¶ *Kwandul' ukutetwa, okunye kuculwe, i-Ndumiso ngokumiswa kwazo. Kulandele isi-Fundo esimisweyo sitatyatwa e-Testamenteni e-Ndala. Kulandele ke i-Ngoma ye-Ntombi engewele u-Mariya, eti:*

U-Luka Ongewele i.

UMPEFUMLO wam uyayibonga i-Nkosi: nomoya wam ugcobele ku-Tixo u-Msindisi wam.

Ngokuba ekukangele: ukutobeka kwesicakazana sake.

Ngokuba kususela koku: zonke izizukulwana ziya-kuti ndingonetamsanqa.

Ngokuba u-Somandla wandenzela izinto ezinkulu: lingewele i-Gama lake.

Itaru lake likwabamoyikayo: kuzo zonke izizukulwana.

Wavelisa amandla ngengalo yake: wabacitacita abaneratshi ekucingeni kwentliziyo zabo.

Wabawisa esihlalweni sabo abanamandla: wabapakamisa abatobekileyo.

Wabahlutisa ngento ezilungileyo abalambileyo: wabandulula abazityebi bengenanto.

Wati ngokukumbula itaru lake, wasisiza isicaka sake u-Sirayeli: njengoko watetayo kobawo, ku-Abraham nenzala yake ngonapakade.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyi-
ngewele;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Okunye le-Ndumiso, ukuba asinguwo umhla weshumi elinesitoba wenyanga, eti ngawo itetwe kwi-Ndumiso endaweni yayo.*

I-Ndumiso xcvi.

VUMELANI i-NKOSI ingoma entsha: ngokuba yenze imimangaliso.

Isandla sayo sokunene, nengalo yayo engewele: iyizuzele uloyiso.

I-NKOSI ilwazisile usindiso lwayo: ubulungisa bayo ibutyilile emehlweni entlanga.

Ikumbule inceba yayo nokunyaniseka kwayo kwindlu ka-Sirayeli: zonke zipélo zomhlaba zilubonile usindiso lo-Tixo wetu.

Vumelani i-NKOSI, nonke nina mihlaba: culani, nimemelele ngovuyo, nidumise.

Yibeteleni i-NKOSI uhadi: uhadi nelizwi lendumiso.

Ngamaxilongo nangezwi lesigodlo: dumani pambi kwe-NKOSI u-Kumkani.

Malugqume ulwandle nenzaliseko yalo: elimiweyo nabemi balo.

Imilambo mayibete izandla, nentaba zimemelele

kunye pambi kwe-NKOSI : ngokuba isiza kugweba umhlaba.

Iyakugweba elimiweyo ngobulungisa : nezizwe ngokulungileyo.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingcwele :

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Kulandele isi-Fundo esimiselweyo, sitatyatwa kwi-Testamente e-Ntsha. Emva koko i-Ngoma ka-Simon eti :*

U-Luka Ongcwele ii. 29.

NKOSI, kaloku uyasindulula isicaka sako ngoxolo : ngokwelizwi lako.

Kuba amehlo am : elubonile usindiso lwako,

Olulungisileyo : ebusweni bezizwe zonke ;

Lusisikanyiso sokukanyisela intlanga : udumo lwabantu bako ama-Sirayeli.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingcwele ;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Okunye le-Ndumiso, ukuba asinguwo umhla weshumi elinesibini wenyanga.*

I-Ndumiso lxvii.

NGAMANA u-Tixo wasibabala inceba, wasisikelela : wasibonisa ukukanya kobuso bake.

Ukuze indlela yako yaziwe emhlabeni : usindiso lwako ezintlangeni zonke.

Izizwe mazikubulele, Tixo : zonke izizwe mazikubulele.

Intlanga mazivuye zimemelele : ngokuba uyakuzigweba izizwe ngokute-tye, uzilaule intlanga ezisemhlabeni.

Izizwe mazikubulele, Tixo : zonke izizwe mazikubulele.

Umhlaba uyivelisile indyebho yawo : u-Tixo, u-Tixo wetu, uyakusisikelela.

U-Tixo uyakusisikelela : zaziyakuti zonke izipelo zomhlaba zimoyike.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingcwele ;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Kucuhwe, okunye kutetwe, i-Ngxelo yo-Kôlo yaba-Postile ngu-Mfundisi nabantu, bemi.*

NDIYAKOLWA ku-Tixo u-Yise u-Somandla, u-Mdali wezulu nomhlaba :

Naku-Yesu Kristu okupela ko-Nyana wake, i-Nkosi yetu, Owakaulwa ngo-Moya Oyingcwele, Wazalwa yi-Ntombi u-Mariya, Weva ubunzima ngo-Pontiyus Pilato, Wabetelwa emnqamlezweni, wafa, wancwatywa, Wehlela kwelabafileyo ; Wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu, Wenyukela ezulwini, Uhleli ngasekunene kuka-Tixo u-Yise u-Somandla ; Apo ayakubuya evela kona agwebe abahleliyo nabafileyo.

Ndiyakolwa ku-Moya Oyingcwele ; i-Kerike engcwele eyi-Katolika ; Ubudlelane babangcwele ; Ukuxolelwa kwezono ; Ukuvuka komzimba ekufeni : Nobomi bapakade. Amen.

¶ *Bandule baguge bonke, kulandele lemitandazo ; u-Mfundisi aqale ati ngelizwi elivakalayo,*

I-Nkosi maibe nani.

Abantu. Ibe nomoya wako.

Um-Fundisi. Masitandaze.

Taŕu, Nkosi.

Taŕu, Kristu.

Taŕu, Nkosi.

¶ *Kwandul' ukutetwa um-Tandazo we-Nkosi ngu-Mfundisi nangabantu, ngokuwakalayo.*

BAWO wetu osezulwini, Malingewaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni. Amen.

¶ *Att um-Priste, emi,*

Nkosi, sibonise ububele bako.

Abantu. Usipé usindiso lwako.

Um-Priste. Nkosi, sindisa u-Kumkani.

Abantu. Usive ngetaŕu sakuzibika kuwe.

Um-Priste. Yambesa aba-Fundisi bako ngobulungisa.

Abantu. Uvuyise abantu bako abanyuliweyo.

Um-Priste. Nkosi, sindisa abantu bako.

Abantu. Ulisikelele ilifa lako.

Um-Priste. Sipé uxólo ngexesha letu, Nkosi.

Abantu. Ngokuba kungekò wumbi usilwelayo, nguwe wedwa, Tixo.

Um-Priste. Tixo, dala pakati kwetu intliziyo ezingewe.

Abantu. Ungamsusi kuti u-Moya wako Oyingewe.

¶ *Kulandele imi-Tandazwana emitatu; owokuqala, ngowalomhla ukóyo; owesibini, owoxolo; owesitatu,*

owokusizwa ezingozini zonke. Lemibini yokugqibela mayitetwe imihla yonke em-Tandazweni wango-Kuhlwa.

Owesibini um-Tandazwana.

TIXO, ekuvela kuwe yonke iminqweno engewe. namacebo angawo, nezenzo zonke ezilungileyo; Sipé tina bantu bako oloxolo singenakulunikwa ngumhlaba; ukuze intliziyo zetu zimiselwe ekuyibambeni imiteto yako, silondolozwe ezintshabeni zetu, sihlale ngokuzola nangokupumla; ngenxa yemfaneleko ka-Yesu Kristu u-Msindisi wetu. Amen.

Owesitatu um-Tandazwana, owokusizwa ezingozini zonke.

BUKANYISE ubumnyama betu, siyakukúnga, Nkosi, uti ngetaŕu lako elikulu usilondolozwe ezingozini zonke zobubusuku; ngenxa yotando lokupéla ko-Nyana wako emnye, u-Yesu Kristu u-Mkúluli wetu. Amen.

¶ *Apo kuculwayo, kulandela i-Culo.*

Owokutandazela u-Kumkani.

NKOSI, Bawo wasezulwini, Opezulu, Omandla makulu, Kumkani wokumkani, Nkosi yenkosi, okupéla ko-Mlauli wezilauli, oti, use-troneni yako, ubone bonke abemi bomhlaba; Siyakutandaza ngentliziyo yonke, ukuba ukangele ngobubele u-Kumkani wetu u-GEORGE, umgalele ngo-Moya wako Oyingewe, ukuze ahlale ebéka entandweni yako, ahambé ngendlela yako; Mtyebise kakulu ngezipó zasezulwini; menze ukuba ahlale ngokupila nangokonwaba; momeleze azoyise zonke intshaba zake; ati ekugqibeleni angene enywebeni yapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

Owokutandazela usapo lo-Kumkani.

TIXO Somandla, Mtombo wako konke ukulunga, siyakukunga ngolulamo ukuba usikelele u-Kumkanikazi wetu u-*Elizabeth*, u-*Mary* u-Nina wo-Kumkani, in-Kosazana u-*Elizabeth*: Bambese ngo-Moya wako Oyingwele; batyebise ngofefe lwako lwasezulwini; batamsanqele ngayo yonke inyweba; ubangenise ebukumkanini bako bapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokutandazela aba-Fundisi nabantu.

TIXO Somandla Ongunapakade, okupela kowenza imimangaliso emikulu; Galela o-Bishop, naba-Fundisi, na-Bantu abapatiswe bona, ngo-Moya wako opilisayo; nokuze bakukólise kanye, uhlale ugalela pezu kwabo umbete wetamsanqa lako. Kwenze oku, Nkosi, ngenxa yo-Mteteleli no-Mtandazeli wetu u-Yesu Kristu. *Amen.*

Umtandazo ka-Krisostome.

TIXO Somandla, osiplleyo ufele ukuba'siti ngantliziyonye siyisingisele kuwe imitandazo yetu; nositembisayo ukuba woti kwakubutana babini, batatu, e-Gameni lako, ubenzele izicelo zabo: Zenze kaloku, Nkosi, izicelo zezicaka zako, njengoko kulungele zona; usipé kwelilizwe ukuyazi inyaniso yako, nakwelizayo ubomi obungunapakade. *Amen.*

2 Kwabase-Korinte xiii.

UFEFE lwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, notando luka-Tixo, nobudlelane bo-Moya Oyingwele, malube nati sonke ngonapakade. *Amen.*

Upela apa um-Tandazo wango-Kuhlwa.

EMTANDAZWENI WAKUSASA,

¶ *Ngemihla emikulu, eyile*: Umhla we-Kristmas, owe-Epifani, oka-Matias Ongwele, owe-Pasika, owoku-Nyukela kwe-Nkosi, owe-Pentekost, oka-Yohane u-Mbaptizi Ongwele, oka-Yakobi Ongwele, oka-Bartolomeyu Ongwele, oka-Mateyu Ongwele, oka-Simon Ongwele noka-Yuda Ongwele, oka-Andreya Ongwele, nange-Cawa yo-Mtriniti, kovunywa okunye ketetwe em-Tandazweni wa-Kusasa, endaweni ye-Ngxelo yo-Kólo yaba-Postile le-Ngrelo yenkolo yobu-Kristu betu ekukóliswa ukulwa yeka-Athanasius; ngu-Mfundisi nangabantu, bemi.

QUICUNQUE VULT.

ONGA angasinda: pambi kwento zonke makakólwe yi-Nkolo eyi-Katolika.

Lenkolo ke uyakuti wonke ubani owoba engayibambanga iyonke, ingangxengelelwe: ngokungatandabuzekiyo wotshabalala ngonapakade.

Inkolo eyi-Katolika yile: yokuba sinqule u-Tixo omnye ommilo zintatu, nommilo ntatu zingu-Tixo omnye.

Singazidibanisi immilo: singayahluli immo.

Kuba iyodwa immilo yo-Yise, iyodwa eyo-Nyana: iyodwa eyo-Moya Oyingwele.

Kanti ke ubu-Tixo bo-Yise, nobo-Nyana, nobo-Moya Oyingwele bunye: ubuqaqauli buyalingana, nobukulu bunye bungunapakade.

Into ayiyo u-Yise, ukwayiyo no-Nyana: ukwayiyo no-Moya Oyingwele.

U-Yise akadaliwe, u-Nyana akadaliwe: u-Moya Oyingwele akadaliwe.

U-Yise akanamlinganiselo, u-Nyana akanamlinganiselo: u-Moya Oyingwele akanamlinganiselo.

U-Yise ungunapakade, u-Nyana ungunapakade: u-Moya Oyingwele ungunapakade.

Kanti Onapakade ababatatu: kodwa ngunapakade mnye.

Kwa njengokuba bengebatatu abangenamlinganiselo, bengebatatu abangadaliweyo: kodwa ngogadaliweyo mnye, ngongenamlinganiselo mnye.

Ngokunjalo u-Yise ngu-Somandla, u-Nyana ngu-Somandla: u-Moya Oyingwele ngu-Somandla.

Kanti o-Somandla ababatatu: kodwa ngu-Somandla omnye.

Ngokunjalo ke u-Yise ngu-Tixo, u-Nyana ngu-Tixo: u-Moya Oyingwele ngu-Tixo.

Kanti o-Tixo ababatatu: kodwa ngu-Tixo omnye.

Ngokunjalo ke u-Yise uyi-Nkosi, u-Nyana uyi-Nkosi: u-Moya Oyingwele uyi-Nkosi.

Kanti asizizo i-Nkosi ezintatu: kodwa yi-Nkosi inye.

Kuba njengokuba sinyanzelwe yinyaniso yobu-Kristu: ukuba sivume ukuba ileyo immilo ingu-Tixo, ileyo iyi-Nkosi;

Kwa ngokunjalo asivunyelwa yi-Nkolo eyi-Katolika: ukuba sithi o-Tixo batatu, i-Nkosi zintatu.

U-Yise akenziwanga bani: akadalwanga, akazalwanga.

U-Nyana ngoka-Yise yedwa: akenziwanga, akadalwanga, uzelwe.

U-Moya Oyingwele ngoka-Yise no-Nyana: akenziwanga, akadalwanga, akazalwanga, upuma kubo.

Ngoko mnye u-Yise, ababatatu o-Yise; mnye u-Nyana, ababatatu o-Nyana: mnye u-Moya Oyingwele, ababatatu o-Moya abayingwele.

Nakulo-Mtriniti akukó upambili nongasemva komnye: akukó ungapezulu nongapantsi komnye.

Kodwa immilo zontatu ziyalingana: zihleli zikó zontatu.

Ngoko ezintweni zonke, njengokuba sekutshiwo: makunqulwe u-Tixo omnye ommilo zintatu, nommilo ntatu zingu-Tixo omnye.

Ngoko ke onga angasinda ke: makabuqonde njalo ubu-Triniti.

Kananjalo makati lowa unga angasinda: alungise ukukólwa kukwenziwa abe ngumntu kwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu.

Kuba i-Nkolo eyinyaniso yilé, yokuba sikólwe, síxele: ukuba i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, u-Nyana ka-Tixo, ingu-Tixo, ingumntu;

Ngu-Tixo, obummo wabuzekela ku-Yise, ezelwe pambi kwamapakade: ngumntu, obummo wabuzekela ku-Nina, ezelwe emhlabeni.

Engu-Tixo onguye kanye, engumntu onguye kanye: enompefumlo onengqondo, enomzimba womntu;

Elingana no-Yise ngobu-Tixo bake: engapantsi ko-Yise ngobuntu bake.

Ote, noko engu-Tixo, engumntu: akababini, ngu-Kristu omnye;

Emnye, kungengakuguqulwa kwabu-Tixo bube bubuntu: kodwa ngokungeniswa kobuntu ku-Tixo;

Emnye kanye, kungengakudityaniswa kwabummo nobu-Tixo: kungokuba immilo yake inye.

Kuba njengokuba umpefumlo onengqondo nomzimba zingumntu omnye: ngokunjalo u-Tixo nomntu ngu-Kristu omnye;

Oweva ubunzima ngenxa yosindiso lwetu: wehlela kwelabafileyo, wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu.

Wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunene kuka-Yise,

u-Tixo u-Somandla : apo ayakubuya evela kóna, abe ngu-Mgwebi wabahleliyo nabafileyo.

Ekuyakuti ekufikeni kwake babuye bavuke bonke abantu benemizimba yabo : benze ingxelo yemisebenzi yabo.

Baze abalungisileyo badle ubomi bapakade : bati abonileyo baye emlilweni wapakade.

Yiyo le ke i-Nkolo eyi-Katolika : ayakuti owoba engakólwanga yiyo ngokuqinisekileyo angabina-kusindiswa.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingcwele ;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

I-LITANI.

¶ *Kulandel' apa i-LITANI, engumtandazo wokutandazela izinto zonke, eti iculwe, okunye itetwe, emva kom-Tandazo wa-Kusasa ngemihla ye-Cawa, nangolwesi-Tatu, nangolwesi-Hlanu, nangamanye amaxesha kwakutshivo ngu-Bishop.*

TIXO Yise, wasezulwini : yiba netafu kuti boni balusizi.

Tixo Yise, wasezulwini : yiba netafu kuti boni balusizi.

Tixo Nyana, Mkúluli wabantu : yiba netafu kuti boni balusizi.

Tixo Nyana, Mkúluli wabantu : yiba netafu kuti boni balusizi.

Tixo Moya Oyingcwele, opuma ku-Yise naku-Nyana : yiba netafu kuti boni balusizi.

Tixo Moya Oyingcwele, opuma ku-Yise naku-Nyana : yiba netafu kuti boni balusizi.

Mtriniti Oyingcwele, Oncomekayo, Odumileyo, Ommilo zintatu zingu-Tixo omnye : yiba netafu kuti boni balusizi.

Mtriniti Oyingcwele, Oncomekayo, Odumileyo, Ommilo zintatu zingu-Tixo omnye : yiba netafu kuti boni balusizi.

Ungazikumbuli, Nkosi, izono zetu nezono zobawo ; ungazipindezeleli : sinyamezele, Nkosi elungileyo, banyamezele abantu bako obakúluleyo ngegazi lako elinqabileyo, ungasiqumbeli ngonapakade.

Sinyamezele, Nkosi elungileyo.

Kwinkohlakalo nobubi bonke ; kwisono, kumaqinga nokulwa kuka-Satana ; kumsindo wako, nokugwetywa okungunapakade,

Sisindise, Nkosi.

Kubumfama bentliziyo; kwifatshi, uqáyiso, nohanahaniso; kumona, intiyo, nenzondo, nakulo lonke ulunya,

Sisindise, Nkosi.

Kubufoleto, naso sonke esinye isono esibulalayo; nakuzo zonke inkohliso zomhlaba, ezomzimba, nezika-Satana,

Sisindise, Nkosi.

Kumbane noqwitela; kwizibeto, nezifo ezisulelayo, nendlala; [kwinkumbi, isifo sempahla, nokubalela kwelanga;] kwimfazwe nokubulalana, nokufa ngebáqo,

Sisindise, Nkosi.

Kuko konke ukunceteza, nokuvukelana nenkosi zetu, kwimfundiso zobuxoki, nokuzikétela kwezo-kólo, noqékeko; kubulukuni bentliziyo, nokudela i-Lizwi nemi-Teto yako,

Sisindise, Nkosi.

Ngokwenziwa kwako ube ngumntu okuyimfihlalo; ngoku-Zalwa kwako okungewe, nokw-Aluswa kwako; ngoku-Báptizwa kwako, ngoku-Zila noku-Hendwa kwako,

Sisindise, Nkosi.

Ngazo i-Ntlungu zaku noku-Bila kwako igazi; ngo-Mnqamlezo wako, noku-Va kwako ubunzima; ngoku-Fa noku-Newátywa kwako; ngoku-Vuka kwako, noku-Nyuka kwako; nangokuhla ko-Moya Oyingewe,

Sisindise, Nkosi.

Ngalo lonke ixesha lokubandezelwa kwetu; ngalo lonke ixesha lempumelelo; ngelixa lokufa, nangomhla womgwebo,

Sisindise, Nkosi.

Tina boni siyakukúnga ukuba usive, Nkosi Tixo; nokuba uyipáte uyilaule i-Kerike yako engewe eyi-Katolika, ukuze ihambe ngendlela eyiyo;

Unga ungasiva, Nkosi.

Ugcine umntu wako u-GEORGE, u-Kumkani wetu, umomeleze ekukonzeni wena, ahlale ngentlalo engewele;

Unga ungasiva, Nkosi.

Ulaule intliziyo yake enkolweni yako, ekukoyikeni, nasekukutandeni, ahlale etembela kuwe, ezamela ukuba kudunyiswe wena;

Unga ungasiva, Nkosi.

Umlondolozwe umkúsele, aze azoyise zonke intshaba zake;

Unga ungasiva, Nkosi.

Umsikelele ugcine u-Kumkanikazi wetu u-Elizabeth, u-Mary u-Nina wo-Kumkani, in Kosazana u-Elizabeth;

Unga ungasiva, Nkosi.

[Usikelele ugcine umntu wako i-Ruluneli yelilizwe, umkokele ngobulumko bako basezulwini;

Unga ungasiva, Nkosi.]

Bakányisele bonke o-Bishop, naba-Priste, nama-Dikoni, balazi baliqonde i-Lizwi lako; bati ngentshuyamayo nangentlalo yabo balivakalise balibonakalise;

Unga ungasiva, Nkosi.

Wambese onke amapakati nezikulu ngobubele, ngobulumko, nangengqondo;

Unga ungasiva, Nkosi.

Ubasikelele ubagine bonke abatet' amatyala, ukuze balungise ukugweba, bayimele inyaniso;

Unga ungasiva, Nkosi.

Ubasikelele ubagine bonke abantu bako;

Unga ungasiva, Nkosi.

Yenza intlanga zonke zibe nokumanyana, noxolo, nokutandana;

Unga ungasiva, Nkosi.

Sipé intliziyo eyakukutanda ikoyike, size sinonelele ukuhamba ngemiteto yako ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Yongezelela kubantu bako ufefe lwako, balive ilizwi lako, balamkele ngokulitanda, bavelise iziqámo zo-Moya wako ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Ngenisa endleleni yenyano ama-Islam, nabanga-kólwayo belilizwe, nabo bonke abapambukileyo nabalahlekisiweyo ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Bomeleze abemiyo, ubatutuzele ubasize abantliziyo zibutataka ; ubapakamise abawileyo ; uti ukugqibela umkáhlele pantsi kwenyawo zetu u-Satana ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Bavelele, ubasize, ubatutuzele bonke abasenzozini, nabaswelelo, nababandezelweyo ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Bacine bonke abahamba emhlabeni naselwandle, bonke abafazi abafikelwa yinimba yokuzala, abagulayo, nabantwana abancinane ; ubavele bonke ababanjwa nabatinjiweyo ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Zicóle inkedama, nabahlolokazi, uzincede intsizana nababandezelweyo ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Yiba netafu kubantu bonke ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Zixolele intshaba zetu, nabasitshutshisayo, nabasihlebayo, ubaguqule intliziyo ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Sipé usigcinele iziqámo zomhlaba, size sizamkele ngexesha lazo ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Sipé uguquko oluyinene, usixolele zonke izono zetu, ukuyekelela nokungazi kwetu ; usambese ngo-

fefe lo-Moya wako Oyingewele size silungise ukuhlala kwetu ngokwelizwi lako ;

Unga ungasiva, Nkosi.

Nyana ka-Tixo : unga ungasiva.

Nyana ka-Tixo : unga ungasiva.

Mvana ka-Tixo : esusa izono zelizwe ;

Sipé uxolo lwako.

Mvana ka-Tixo : esusa izono zelizwe ;

Taflu !

Sive, Kristu.

Sive, Kristu.

Taflu, Nkosi.

Taflu, Nkosi.

Taflu, Kristu.

Taflu, Kristu.

Taflu, Nkosi.

Taflu, Nkosi.

¶ *Kwandu' ukutetwa um-Tandazo we-Nkosi ngum-Priste nabantu.*

BAWO wetu osezulwini, Malingewaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla nge-mihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni ; Usisirdise enkohlakalweni. Amen.

Um-Priste. Nkosi, ungasipáti ngokufanele izono zetu.

Abantu. Ungasivuzi ngokufanele inkohlakalo yetu.

Masitandaze.

TIXO, Bawo Onetafu, ongakudeliyo ukugula kwentliziyo ehlabekileyo, nezicelo zabanosizi ; Yinceise imitandazo yetu esiyibékisa kuwe sakuhlalela

zinkatazo nengxakeko; usive ngobubele bako, buti, ngokulondoloza kwako, obobubi esenzelwa bona ngamaqinga nobulumko buka-Satana nobabantu butshatyalaliswe nguwe, wena Liso libonayo; size siti tina bantu bako, singenziwanga nto zezontshutshiso, sihlale, sibulela kuwe e-Kerikeni yako engewe; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu.

Pakama, Nkosi, ube luncedo kwetu, usikúlule ngenxa ye-Gama lako.

Tixo, sivile ngendlebe, obawo basixelele imisebenzi emikulu owayenzayo ngemihla yakudala bengekabikó bona.

Pakama, Nkosi, ube luncedo kwetu, usikúlule ngenxa yodumo lwako.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyingewe; ngewe;

Abantu. Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

Sikúsele ezintshabeni zetu, Kristu.

Ubukangele ngobubele ubunzima betu.

Zikangele ngemfesane intsizi zentliziyo zetu.

Uzwolele ngetaru izono zabantu bako.

Nceda uyive ngenceba imitandazo yetu.

Taru, Nyana ka-Davide.

Sive, Kristu, ube soloko usiya.

Sive ngobubele, Kristu, usive ngobubele, Nkosi, Kristu.

Um-Priste. Nkosi, itaru lako malibonakaliswe pezu kwetu.

Abantu. Njengokuba sitembele kuwe.

Masitandaze.

SSIYAKUTANDAZA, Bawo, ngolulamo, ukuba ubukangele ngetaru ubulwelwe betu: uti ngenxa yodumo lwe-Gama lako ubunqande kuti bonke ububi esimelwe ukuviswa bona; usinceda

ukuba siti ezinkatazweni zonke, sibeke lonke itemba letu kulo itaru lako, sihlale sikukonza simsulwa singewe, ukuze kuhlonelwe kudunyiswe wena; ngenxa yo-Mlamleli no-Mteteleli wetu emnye, u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

Umtandazo ka-Krisostome.

TIXO Somandla, osipileyo ufele ukuba siti ngantliziyonye siyisingisele kuwe imitandazo yetu; nositembisayo ukuba woti, kwakubutana babini, batatu, e-Gameni lako, ubenzele izicelo zabo; Zenze kaloku, Nkosi, izicelo zezicaka zako, njengoko kulungele zona; usipé kwelilizwe ukuyazi inyaniso yako, nakwelizayo ubomi obungunapakade. Amen.

2 Kwabase-Korinte xiii.

UFEFE lwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, notando luka-Tixo, nobudlelane bo-Moya Oyingewe, malube nati sonke ngonapakade. Amen.

Ipela apa i-Litani.

IMITANDAZO NEMIBULELO

YAMAXESHA ATILE.

¶ *Eyokutetwa pambi kwemitandazo emibini yokugqibela ye-Litani, okunye eyom-Tandazo wa-Kusasa nowango-Kuhlwa.*

IMITANDAZO.

Owokucela imvula.

TIXO, Bawo wasezulwini, obatembisileyo ngo-Yesu Kristu u-Nyana wako bonke ababufunayo ubukumkani bako nobulungisa babo, ukuba uyakubapá zonke izinto zokuxása umzimba; Sikangele tina basweleyo, usitumele imvula eyanelisayo, isizuzise iziqámo zomhlaba, size sonwabe tina, nawe sikudumise; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokucela ukuqabuka kwezulu.

NKOSI, Tixo Somandla, owati ngenxa yezono zabantu wawuntywilisela umhlaba wonke, kwásinda abantu abasibózo kwakupéla, waza watembisa ngofefe lwako olukulu ukuba akusayikubuye wenenjalo ukuwutshabalalisa; Siyakutandaza ngolulamo, nakuba sisifaneleyo isibeto semvula ngenxa yezono zetu, namhla siguquka nje sinyanisile, yiti, ukulizolisa kwako izulu, wenzele ukuba sizuze iziqámo zomhlaba ngexesha lazo, siti ngokusohlwaya kwako sikulungise ukuhlala kwetu, sikudumise ngenxa yenceba yako enkulu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Ngexesha lendlala.

TIXO, Bawo wasezulwini, Wena onisa imvula, kucúme umhlaba, kwande impahla ehambayo nentlanzi; Kangelana inxwáleko yabantu bako, uyiguqule, siyakutandaza, lentswelo siyiviswayo ngenxa yezono zetu, ibe yindyebó eyaneleyo; ngenxa yokusitanda kwake u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, omelwe kudunyiswa nawe no-Moya Oyingewe, kaloku nagonapakade. *Amen.*

Okunye lo.

TIXO, Bawo Onetafu, owati e-Samariya ngexesha lika-Elisha um-profite waguqula ngesiqupe indlala yaba yindyebó; Yiba netafu kuti sohlwaywayo ngelixesha ngento ekwanjalo ngenxa yezono zetu, sisizwe nguwe kamsinya: Zicúmise iziqámo zomhlaba ngentsikelelo yako, wenze ukuba siti, ukuyipáta kwetu londyebó, sidumise Wena, sibasize abasweleyo, sonwabe nati ngokwetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Ngexesha lemfazwe nelezipútipiti.

TIXO Somandla, Kumkani wokumkani, Mlauli wento zonke, omandla angenakúcáswa bani, kokwako ukohlwaya, kokwako ukuba netafu; Sisi-ndise siyakutandaza, ezintshabeni zetu; litobe iratshi lazo, uludambise ulunya lwazo, uwadubadube amacebo azo; size siti, sixótyiswe nguwe, sigciniwe ezingozini zonke, sidumise Wena, Meyisi wentshaba, ngenxa yemfaneleko yokupéla ko-Nyana wako, u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Ngexesha lesifo esibúbisayo.

TIXO Somandla, owati ngengqumbo yako watu-mela isifo esibúbisayo ebantwini bako besentlango ngenxa yokungeva kwabo, bevukelene no-Moses

no-Arone, wati kananjalo ngexa lika-Davide wabulala amawaka amashumi asixénxe kwa ngesibeto, wabuya wasikwa yimfesane, wabasindisa abaseleyo; Yiba netafu kuti, tina boni balusizi, esihlelwe sisifo esibubisayo; uti, njengokuba wasamkelayo isizi, wayiyalela i-Ngelosi etshabalalisayo ukuba mayiyeke ukohlwaya kwayo, wenjenjalo nakaloku, usikwélelise esisibeto sisigqibayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Imitandazo eyakutetwa imihla ngemihla ngecarwa ezikutlwa zeze—"Ember," yokutandazela abazakwamkelelwa kwindidi zobufundisi.*

TIXO Somandla, Bawo wasezulwini, ozitengeleyo i-Kerike ekulo lonke ngegazi elinqabileyo lo-Nyana wako; Yikangele ngetaflu lako; uti ngelishesha walatise ulaule intliziyo zabakonzi bako, o-Bishop na-Balusi bomhlambi wako, bangabeki izandla namnye umntu ngobunxámo; bakwazi kanye ukunyula amadoda afanele ubukonzi obungewele be-Kerike yako. Nabo bayakumiselwa lonkonzo ingcwele bapé ufefe nentsikelelo yako yasezulwini, bati ngentlalo nangemfundiso yabo babonakalise udumo lwako, bahambise usindiso lwabantu bonke; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Okunye lo.

TIXO Somandla, Mniki wazo zonke izipó ezilungileyo, ote ngokwazelelela kwako wamisa indidi ngendidi zabafundisi e-Kerikeni fyako; Bapé ufefe, siyakukúnga ngolulamo, bonke abayakubizelwa emisebenzini etile, bazalise ngenyaniso yemfundiso yako, ubambese ngobumsulwa, bakukonze ngokunyani-sekileyo, kuze kudunyiswe i-Gama lako elikulu, kuncedwe i-Kerike yako engcwele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Umitandazo ongatetwayo emva kwayo yonke eyanduleleyo.*

TIXO, ekukokwako ukuba netaflu noxolelo, zamkelele izicelo zetu; Yiti, nakuba sinxityiwe sabotshelelwa ngemixokelelwane yezono zetu, usikúlule ngenxa yosizi lwako olukulu; kudunyiswe u-Yesu Kristu u-Mlamleli no-Mteteleli wetu. *Amen.*

¶ *Lomtandazwana ulandelayo, wokutandazela i-Ruluneli, okunye oyibambeleyo, ngowokwenziwa nxa i-Litani ingamiselwanga ukuba itetwe.*

TIXO Somandla, ekucela kuwe lonke igunya; Siyakutandaza ngolulamo ukuba ugcine ukúselele isicaka sako i-Ruluneli yelilizwe [okunye, i-Ruluneli yelilizwe ebambeleyo], ize iti yona ikokelwe bubulumko bako basezulwini ilisebenzise elogunya ilinikiweyo, isoyika Wena, ukuze kudunyiswe i-Gama lako elingcwele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Lomtandazo ulandelayo ngowokutetwa nxa i-Palamente ihlangeneyo.*

TIXO Sobubele, siyakukúnga ngolulamo sitandazela elilizwe lonke, ngokukodwa abamisi-mteto abahlangeneyo ngoku; bakokele bapumelele ezintetweni zabo, kuze kwandiswe udumo lwako, kuncedwe i-Kerike yako, bonwabe abantu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*]

¶ *Umitandazo wokutandazela zonke intlobo zabantu, wokwenziwa nxa i-Litani ingamiselwanga ukuba itetwe.*

TIXO, Mdali no-Mgcini woluntu, sitandazela zonke intlobo zabantu; ukuba uzazise indlela zako, nosindiso lwako olupilisayo kuzo zonke izizwe. Ngokungakumbi sitandazela i-Kerike eyi-Katolika, ukuba

ikokelwe ilaulwe ngu-Moya wako, ukuze bati bonke abati bangama-Kristu bangesiswe endleleni yenyano, baze bayibambe i-Nkolo ngantliziyonye, bemanyene ngoxolo, behleli ngobulungisa. Ngokugqibela, sibayaleza ebubeleni bako, Bawo, bonke abantliziyozikatazekileyo, nabafayo, nabahleli kakubi [* ngakumbi abo bacelelwa imitandazo yetu], uti elowo umsize kweyake inxwaleko, akwazi ukunyamezela imbandezelo, ude umpumelelise ebunzimeni baka. Sitshosicela ngenxa ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *Lomtandazo wokutandazela ukwandiswa kobukumkani buka-Kristu unqatetwa neminye imi-Tandazo nemi-Bulelo nxa atandazo u-Mfundisi.*

TIXO, owenze ngagazi nye zonke intlanga zabantu ukuba zihlale emhlabeni, nowatuma u-Nyana wako ukushumayela uxolo kwabo bakude nakwabakufupi: Yenza ukuba bonke abantu belilizwe bakufune bade bakufumane, ukulezise ukuzaliseka kwesitembiso sako, ugalele u-Moya wako kubo bonke abantu; kwa ngaye u-Nyana wako lowo u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe kwa no-Moya lowo, emnye u-Tixo, ngonapakade. Amen.

¶ *Umtandazo wokutetwa emwa kwalowo utandazela aba-Fundisi nabantu, em-Tandazweni wa-Kusasa nowango-Kuhlwa, nasem-Tendelekweni, ngezeshisa i-“Synod” ihlangeneyo.*

TIXO Somandla, Ongunapakade, omtumileyo u-Moya Oyingewe, u-Mteteleli, ukuba abe soloko ehleli e-Kerikeni yako: Wanga angakó asikelele ubishop [o-bishop] nabafundisi nabazalwana betu abahlanganiselwe ukucebisana e-Gameni lako; mabati

* Lendawo mayitetwe nxa kukó abacela imitandazo yeNtlanganiso.

beqinile elukólweni naselutandweni bazaliswe ngoxqonda, nangobulumkó; ukuze kudunyiswe Wena, iti i-Kerike yako ihlale ngoxolo nangomanyano; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.]

IMIBULELO.

¶ *Umbulelo.*

TIXO Somandla, Sozibele, tina zicaka zako ezingentso siyakubulela ngentliziyó elulamileyo, ngokulunga kwako konke, nangobubele osenzeleyo tina nabantu bonke; [* ngakumbi ababaxámele ukubulela izibele osand' ukubenzela zona]. Siyakudumisa ngenxa yokudalwa kwetu, nokugcinwa kwetu, nangenxa yazo zonke intsikelelo zobubomi; kodwa ngakumbi ngenxa yokutanda kwako abantu, owada wabakúlula nge-Nkosi yetu u-Yesu Kristu; ngenxa yezipó zofefe, nangenxa yetemba lobungwalisa. Ngamana sazigqala zonke izibele zakó, intliziyó zikubulele zingazenzisi, udumo lwako singaneli ukuluvakalisa ngemilomo yodwa, koko silubonakalise nangentlalo, ngokuzinikela ekukonzeni Wena, nangokuhamba pambi kwako ngobumsulwa yonke imihla yetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, omelwe kudunyiswa nawe no-Moya Oyingewe ngonapakade. Amen.

Owokubulela imvula.

TIXO, Bawo wasezulwini, oti ngokusigcina kwako unise eyokuqala neyamva imvula pezu komhlaba, ukuze uvelisele abantu ukudla; Siyakubulela

* Lendawo mayitetwe nxa ababetandazelwe bafuna ukubulela.

kuba ute entswelweni yetu wayitoba imvula evuyisayo, walipilisa ilifa lako, oko belibalele, saza sonwaba tina zicaka zako zingento, ladunyiswa i-Gama lako elingwele; ngenxa yezibele zako eziku-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokubulela ukugabuka kwezulu.

NKOSI Tixo, osand' ukusohlwaya ngemfanelo bako wayikúlula wayitutuzela imipefumlo yetu ngokugabuka kwezulu ngexesha elililo; Siyalidumisa i-Gama lako elingwele ngenxa yobububele bako, siyakuhlala siyixela inceba yako kuzo zonke izizukulwana; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokubulela indyobo.

BAWO onetafu elikulu, ote ngobubele bako wayiva imitandazo yentliziyo ye-Kerike yako, wayiguqula indlala yayindyobo; Siyakubulela ngolulamo ngenxa yalendyebo yako; sikukúnga ukuba uhlale usenzela inceba, ukuze umhlaba wetu usivelisele iziqámo zokucúma kwawo; kudunyiswe Wena, nati sonwabe; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokubulela ukuzola kwelizwe, nokusindiswa ezintshabeni.

TIXO Somandla, oyingqaba eqinileyo yokusindisa izicaka zako ezintshabeni; Siyakubonga sikubulela ngenxa yokusindiswa kwetu ezingozini ezinkulu ebezisifaule; Siyavuma ukuba kungenxa yenceba yako kuti lento singanikelwanga sibe lixóba lazo; sikutandaza ukuba uhlal' usenjenjalo ukusisiza, ukuze lonke ihlabati lazi ukuba nguwe u-Msindisi no-Mhlanguli wetu onamandla; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokubulela ukuzola pakati kwamakáya.

TIXO ongunapakade, Bawo wasezulwini, okupéla kowenza ukuba abantu bahlalisane ngoxolo, otoba ubunewangu babanxaxáyo; Siyalidumisa i-Gama lako elingwele kuba wavumayo ukuzidambisa izipitipiti ezisand' ukubakó pakati kwetu; sikutandaza ngolulamo ukuba usisize, siti ukususela koku sihambe ngokuyipulapula imiteto yako; size siti sihleli ngoxolo nangokonwaba, ekoyikeni Wena, nasekulungiseni konke, singayeki ukukunikela amadini etu endumiso nombulelo ngenxa yobubele bako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokubulela ukusindiswa ezifeni ezibúbisayo.

NKOSI Tixo, owasibetayo ngenxa yezono zetu, wasigqibela ngenxa yezipóso zetu ngokokohlwaya kwako okunzima, okoyikekayo, okusand' ukubakó; wabuya wati namhla, nakuba usigweba, akwalibala ukuba netafu, wayihlangula imipefumlo yetu emlo-nyeni wokufa; Sizinikela kuwe, Bawo, imipefumlo nemizimba yetu oyisindisileyo, ibe lidini elipilileyo, sihlale sidumisa izibele zako e-Kerikeni yako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Okunye lo.

SIYAVUMA ngolulamo sipambi kwako, Bawo Onetafu, ukuba zonke izohlwayo esisongelwa ngazo emtetweni wako bezingafanelayo ukusiwela, ngenxa yezipóso zetu ezininzi, nobulukuni bentliziyo; Sinikela kuwe, Tixo, idini lendumiso nombulelo, sibonile nje ukuba ute, sakuba sizitobile, wasidambisa isifo esisulelayo esisand' ukubetwa ngaso, wabuyisela ukupila emizini yetu; Siyalibonga silidumise i-Gama lako elikulu, kuba usigcinile wasilondoloza; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

IMI-TANDAZWANA, NE-NCWADANA, NE-VANGELI

ZOMNYAKA WONKE.

¶ *Maiti imi-Tandazwana ye-Cawa nge-Cawa neyemihla engcwele esakuba ine-Vigil itetwe kwi-Nkonzo yango-Kuhlwa pambi kwe-Cawa nemihla leyo.*

EYOKUQALA I-CAWA YE-ADVENT.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, sipé ufefe lokuba siyilahle imisebenzi yobumnyama, sixóbe izixóbo zokukánya, sisabudla obubomi bupélayo, awati ngabo u-Yesu Kristu u-Nyana wako weza kuti ngolulamo olukulu; ukuze siti ngomhla wokugqibela, akupinda enamandla nobuqaqauli bake eze kugweba abahleliyo nabafileyo, sivukele ebomini obungapéliyo, ngaye lowo uhleli elaula ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele kaloku nangonapakade. *Amen.*

¶ *Lom-Tandazwana mawuhlal' utetwa neminye ye-Advent imihla ngemihla kude kube yi-Nkonzo yo-Kuhlwa okwandulela imini ye-Kristmas.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma xiii. 8.

NINGABI natyala lanto mntwini, lingelilo elokutandana kupéla; kuba omtandayo omnye uzalise umteto. Kuba oku kuti: Uz' ungatexezi, uz'

ungabulali, uz' ungébi, uz' unganqini buxoki, uz' ungakanuki, nokuba kukó wumbi umteto, kuhlanganiselwe kwelilizwi lokuti: Uz' umtande ummelwane wako ngoko uzitanda ngako. Utando alusebenzi bubu kuye ummelwane; ngoko utando kukuzalisekisa umteto. Masikwenze ke oko, silazi nje ixesha eli, ukuba selilihixa lokuba sivuke ebutongweni; kuba ngoko usindiso lukufupi kuti kunokuya saqalayo ukukólwa. Ubusuku buhambile, ukusa ke kusondele. Masiyilahle ngoko imisebenzi yobumnyama, sixóbe ezokukánya. Masihambe ngokuzibekileyo ngokwase-mini; kungabi sezindywaleni nasekunxileni; kungabi sekupimiseni nasebuleletyweni; kungabi sezinkanini nasemoneni. Yambatani ke i-Nkosi u-Yesu Kristu, ize ningatukutezeleli inyama ukuzenza inkunuko zayo.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele xxi. 1.

KUTE, xa bebesondele e-Yerusalem, befikile e-Betefage, entabeni yemi-Nquma, u-Yesu wesusa abafundi bababini, esiti kubo, Yiyani emzini lo ukangelene nani, kwa oko nofumana i-esile libotshelelewe linetóle; likúluleni nilizise kum. Nokuba kukó ote wateta into kuni, notí, Ayafuneka e-Nkosini; woti ke awatumele kwa oko. Kekaloku oku konke kwenzake, ukuze kuzaliseke okwatetwayo ngom-profite, esiti, Yitini kwintombi ka-Tsiyon, Yabona, ukumkani wako uza kuwe, enobulali, ekwéle e-esileni, ilitóle ke lento eboshwayo. Baya ke abafundi, benza ngoko wayebamisele ngako u-Yesu; balizisa i-esile netóle, babeka ingubo zabo pezu kwawo, bamhlalisa pezu kwazo. Yati ke inkoliso yabantu yazandlala ingubo zayo endleleni, baye abanye bexúzula amasebe emitini, bewandlala endleleni. Zaye ke izihlwele ezazihamba pambili, nezazilandela zidanduluka, zisiti,

Hosana kuye unyana ka-Davide; makabongwe lo uzayo ese-Gameni le-Nkosi; Hosana enyangweni. Akungena e-Yerusalem, wonke umzi wazamazama, usiti, Ngubanina lo? Bati ke abantu, Lo ngu-Yesu um-profite ongowase-Nazarete yelase-Galili. Wanguena u-Yesu e-tempileni ka-Tixo, wabakupa bonke ababetengisa nababetenga e-tempileni, wazibukuqa i-tafile zabanansi bemali, nezihlalo zabatengisa ngamahobe; wati kubo, Kubaliwe kwatiwa, Indlu yam iyakubizwa ngokuba yindlu yokutandaza; ke nina niyenze umqolomba wezihange.

EYESIBINI I-CAWA YE-ADVENT.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI encomekayo, owenze ukuba zonke izi-Balo ezingwele zibalelwe ukufunda kwetu; Sipé ukuba sizive, sizifunde, sizigqale, sizamkelele entliziyweni, ukuze sithi ngonyamezelo nangovuselelo lwe-Lizwi lako sihlale siligcina itemba lobomi obungunapakade, osipé lona ngaye u-Msindisi wetu u-Yesu Kristu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma xv. 4.

INTO zonke ezabálwayo ngenxa engapambili zabalwa okwetu ukufundiswa, ukuze sithi ngalo unyamezelo novuselelo lwezi-Balo sibe netemba. Wanga ke u-Tixo wonyamezelo novuselelo anganinika ukucinga nto nye pakati kwenu ngokuka-Kristu Yesu; ukuze ngamxélo mnye nimzukise ngamlomo mnye u-Tixo u-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu. Kungoko nditi, Yamkelanani, njengokuba naye u-Kristu wasamkelayo, ukuba kuzukiswe u-Tixo. Kekaloku nditi,

u-Yesu Kristu waba ngumlungiseleli wolwaluko ngenxa yenyanso ka-Tixo, ukuze aqiniseke amadinga ake kobawo; ziti ke i-Ntlanga zimzukise u-Tixo ngenxa yenceba yake, njengokuba kubaliwe kwatiwa, Ngenxa yoko ndiyakubulela kuwe pakati kwe-Ntlanga, ndivume kwi-Gama lako. Kananjalo uti, Yibani nemihlali, zi-Ntlanga, ndawonye nabantu bake. Kananjalo, Yidumiseni i-Nkosi, nonke nina zi-Ntlanga, niyibonge, nonke nina bantu. Kananjalo u-Yesaya uti, Iya kubako ingcambu ka-Isayi, uyakuvela oyakulaula i-Ntlanga; ziyakutembela kuye i-Ntlanga. Wanga ke u-Tixo u-Mdali wetemba elo anganizalisa ngalo lonke uvuyo noxolo ekukolweni, ukuze nipupume itemba ngamandla o-Moya Oyingwele.

I-VANGELI. U-Luka Ongwele xxi. 25.

KUYA kubako imiqondiso elangeni nasenyangeni nasezinkwenkwezini; nasemhlabeni kubeko ukuxinezeleka kwentlanga, zixakeka; lugquma ulwandle namaza. Abantu besifa kukoyika nakulindela izinto ezizayo pezu kwelimiweyo; kuba amandla ezulu ayakuzanyazanyiswa. Bandule ukumbona u-Nyana womntu esiza ngelifu enamandla nobuqaqauli obukulu. Kekaloku, xa ezizinto ziqala ukuhla, yimani, nizipakamise intloko zenu, ngenxa yokuba iyasondela inkululeko yenu. Wateta umzekeliso kubo wati, Wukangeleni umkiwane nemiti yonke; xa iselite yavelisa amagqabi, niyabona nazi ngokwenu ukuba ihlobo selikufupi. Kwa ngokunjalo nani, xa nite nazibona ezizinto zisihla, yazini ukuba bukufupi ubukumkani buka-Tixo. Inene nditi kuni, Asiyikuké sidlule esisizukulwana, zide zihle zonke ezizinto. Liyakudlula izulu nomhlaba; ke wona amazwi amakasayikudhlula.

EYESITATU I-CAWA YE-ADVENT.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI Yesu Kristu, ote ukuqala kwako ukuza watuma isitunywa sako ukuya kukulungiselela indlela; Yenza ukuba izicaka namagosa emfihlelo zako zenjenjalo ukulungisa indlela yako, ngokugulelela intliziyo zabangevayo ebulumkweni bamalungisa, ukuze wakubuya uzakuligweba ilizwe sifunyanwe singabantu abakolekileyo kuwe, ohleli ulaula uno-Yihlo no-Moya Oyingewe, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. 1 Kwabase-Korinte iv. 1.

UMNTU makasibalele ekutini sizizicaka zika-Kristu, singamagosa emfihlelo zika-Tixo. Kekaloku ke kufuneka emagoseni, ukuba elowo afumaneke etembekile. Kum ke yeyona nto incinane, ukuba ndincinwe nini nangogwebo lwabantu; ke andizincini nam ngokwam. Kuba andinasazela santo ngokwam, andigwetyelwe noko; ondincinayo ke yi-Nkosi. Ngoko ke, maningagwebi nto pambi kwelona xesha, ide ifike i-Nkosi, eyakuti izikanyise nokuzikanyisa izinto ezifihlakeleyo zobumnyama, iwabonakalise namacebo entliziyo; andule ulowo nalowo abe nodumo oluvela ku-Tixo.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongewele xi. 2.

KEKALOKU u-Yohane, eyivile esen-tolongweni imisebenzi ka-Kristu, wesusa bababini kuba fundi bake, wati kuye, Wena ungulcwo uzayo na, silinde wumbi kusinina? Wapendula u-Yesu wati kubo, Hambani, niye kumbikela u-Yohane izinto enizivayo nenizibonayo: imfama zibuya zibone, ne-

ziqwala ziyahamba, abaneqenqa bayahlanjululwa, nezitulu ziyeva; abafileyo bayavuswa, namahlwempu ayazishunyayezwa indaba ezilungileyo. Unyweba ote akakubeka kum. Kwati ekumkeni kwabo waqala u-Yesu wati kwizihlwele ngaye u-Yohane, Kanene napuma nisiya kubona nto-nina entlango? Yabe iyingcongolo na izanyazanyiswa ngumoya? Napuma nisiya kubona nto-nina kodwa? Yabe ingumntu ovete ingubo ezitofotofo na? Yabonani, abo bambata ezitofotofo baba sezindlwini zokumkani bona. Napuma nisiya kubona nto-nina kodwa? Yabe ingum-profite na? Ewe, nditi kuni, node wagqitisa kum-profite. Kuba lo ngulowo kubaliweyo ngaye, kwatiwa: Yabona, ndiyasituma isitunywa sam ngapambi kobuso bako, esiya kuyilungisa indlela yako pambi kwako.

EYESINE I-CAWA YE-ADVENT.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakutandaza, bonakalisa amandla ako, ungene pakati kwetu, usisize ngamandla amakulu; ukuze sixakiwe nje zizono zetu, sikohlilwe nokuhamba indlela esiyimiselweyo, usincede wena kamsinya, usikulule ngobubele bako obukulu; ngenxa yentlaulelo yo-Nyana wako, i-Nkosi yetu, ofanele ukudanyiswa enawe no-Moya Oyingewe, ngonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabakwa-Filipu iv. 4.

VUYANI e-Nkosini amaxesha onke; ndipinda nditi, Vuyani. Intobeko yenu mayazeke kubantu bonke. I-Nkosi ikufupi. Ningaxaleli nto; maziti ezintweni zonke, ngako ukutandaza nokukunga ndawonye nokubulela, zaziswe kuye u-Tixo

izicelo zenu. Lwaye uxolo luka-Tixo, olugqitisele kúko konke ukuqonda, luyakuzigcina intliziyo nengqondo zenu ku-Kristu Yesu.

I-VANGELI. U-Yohane Ongewele i. 19.

NABU ke ubunqina buka-Yohane, oko ama-Yuda atuma ababingeleli nama-Levi, bepuma e-Yerusalem, ukuze bambuze ngeliti, Wena ungubanina? Wavuma, akakanyela, wavuma, esiti, Andinguye mna u-Kristu. Bambuza besiti, Unto-nina ke? ungu-Eliya na? Wati, Andinguye. Unguye na umprofite lowo? Wati ukupendula, Hayi. Bati ngoko kuye, Ungubanina ke? ukuze sise impendulo kwabo basitumileyo; uti-nina wena ngawe ngokwako? Wati, Mna ndililizwi lodandulukayo entlango, lisiti, Yityenenezeni indlela ye-Nkosi, njengoko watshoyo u-Yesaya umprofite. Baye abo babetunyiwe bengakubo aba-Farisi. Bambuza bati kuye, Ubaptizela nina pofu, ukuba wena akunguye u-Kristu, no-Eliya, nomprofite lowo? Wabapendula u-Yohane esiti, Mna ndibaptiza ngamanzi; kumi ke pakati kwenu eningamaziyo nina; yena ngote, esiza emva kwam, wesuka nje waba pambi kwam, endingafanelekile mna ukuba nditukulule umtya wesihlangu sake. Ezizinto zenziwa e-Betabara pesheya kwe-Yordan, apo u-Yohane wayebaptiza kona.

UMHLA WOKUZALWA KWE-NKOSI YETU U-KRISTU,
OKUTIWA YI-KRISTMAS.

UM-TANDAZWANA.

TXIXO Somandla, osinikeleyo u-Nyana wako okupela kozelweyo, ukuba azitabatele isimo setu, ati ngokwanjengelixesha azalwe yi-Ntombi emsulwa; Yenza ukuba tina, sizelwe ngokutsha, sangeniswa saba nga-

bantwana bako ngofefe, sihlaziywe imihla ngemihla ngo-Moya wako Oyingewele; ngayo lo-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingewele, emnye u-Tixo, ngonapakade. Amen.

I-NCWADANA. Kuma-Hebere i. I.

U-TIXO wayetetile nje kudala ngendawo ezininzi nangendlela ezininzi kobawo ngaba-profite, utete ngalemihla yokugqibela kuti ngo-Nyana, awammisayo wayindlalifa yento zonke, awati kwa ngaye wazidala into zonke. Ote, elubengezelo lobuqaqauli bake, emfanekisa kanye ngenqu, ezipete zonke izinto ngalo ilizwi lamandla ake, wesuka akuba eyenzile intlambululo yokusihlambulula ezonweni, wahlala pantsi ngasekunene kobukulu bapezulu, ete waba ngonamandla ngapezu kwe-ngelosi, ngangoko azuze ilifa legama eligqitiseleyo kunelazo. Kuba yiyipina i-ngelosi, awaká wati kuyo, Ungu-Nyana wam wena, ndikuzele Mna namhla? Nokuti, Mna ndiyakuba ngu-Yise kuye, abe ngu-Nyana kum yena? Nangexa lokuti amngenise owamazibulo kwelimiweyo, uti, Maziqubude kuye zonke i-ngelosi zika-Tixo. Okunene ngazo i-ngelosi uti, Ulozenza i-ngelosi zake omoya, nababusi bake ilangatye lomlilo. Kodwa ngaye yena u-Nyana uti, I-trone yako, Tixo, isa epakadeni lasepakadeni; yintonga yobulungisa intonga yobukumkani bako; watanda ubulungisa, watiya ubugwenxa; ngenxa yoko, u-Tixo, u-Tixo wako, ukutambise nge-oli yomgcobo ngapezu kwabakowenu. Ati, Ekuqalekeni, wena Nkosi, wawuseka umhlaba, nawo amazulu ayimisebenzi yezandla zako; wona ayakutshabalala, ke wena uhlah uhleli; aye onke njengengubo eyakonakala, nanjengesambato uyakuwasonga, asuke abe ngawambi; ke wena ukwanguwe, nayo iminyaka yako ayiyikupela.

I-VANGELI. U-Yohane Ongcwele i. 1.

EKUQALEKENI ubekó u-Lizwi, waye u-Lizwi ekuye u-Tixo, waye u-Lizwi engu-Tixo. Yena lowo ebekó ekuqalekeni ku-Tixo. Into zonke zabakó ngaye; engekó yena akubangakó nanye into ete yabakó. Kuye kwakukó ubomi, baye ubomi obo balukányiselo lwabantu. Ukányiso ke olo lwabonakala ebumnyameni, basuka ubumnyama abaloyisa. Kwabakó umntu otunyiweyo evela ku-Tixo, ogama lalingu-Yohane. Lowo weza kuba lingina ukuze anqine ngalo ukányiso, ukuze bonke bakólwe ngaye. Ubenyelulo ukányiso yena lowo; weza kunqina ngalo ukányiso. Waye yena elukányiso oluyinyaniso, olubakányiselayo abantu bonke, esiza emhlabeni. Ube semhlabeni ke; umhlaba wabakó ngaye; umhlaba awumazanga. Weza kokwake, baza abake abamvuma. Ke bonke abamamkelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana baka-Tixo, abo ke bakó-lwayo kwigama lake; abangazalwanga ngagazi nangakutanda kwanyama, nangakutanda kwandoda, bazalwa ngu-Tixo. U-Lizwi waba yinyama, wahlala pakati kwetu, sabubona ubuqaqauli bake, ubuqaqauli kanye bowokupéla kwamzeleyo u-Yise, ezele lufefe nayinyaniso.

UMHLA KA-STEFANO ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

SIPE, Nkosi, ukuba kubo bonke ubunzima esibuvayo ngokunqinela inyaniso yako, siqwalasele ezulwini, sibone ngokólo ubuqaqauli obuyakuveliswa; siti, sizaliswe ngu-Moya Oyingcwele, sifunde ukutanda abatshutshisi betu, sibatandazele, sixelisa u-Stefano Ongcwele, um-Feli wako wokuqala, owatandazela kuwe abamsikayo, Yesu oncomekayo, omi

ngasekunene kuka-Tixo, ukuze usize bonke abaviswa ubuhlungu ngenxa yako; inguwe wedwa osilamlelayo, inguwe wedwa ositetelelayo. *Amen.*

¶ *Apa makutetwe um-Tandazwana wo-Mhla we-Kristmas, imihla yonke kude kufike umhla owandulela owokuqala wom-Nyaka om-Tsha.*

EYE-NCWADANA. Izenzo vii. 55.

U-STEFANO ezele ngu-Moya Oyingcwele, waqwalasela ezulwini, wabona ubuqaqauli buka-Tixo, no-Yesu emi ngasekunene kuka-Tixo. Wati, Yabonani, ndiwabona amazulu evulekile, ndimbona u-Nyana womntu emi ngasekunene kuka-Tixo. Bانداندuluka ke ngezwi elikulu, bazivingca indlebe zabo, besuka indulumbane pezu kwake ngamxélo mnye, bamkúpela ngapandle komzi, bangibisela ngamatye. Amanqina azibeka ingubo zawo ezinyaweni zendodana ekutiwa ngu-Saule. Ayemgibisela ngamatye u-Stefano, etandaza, esiti, Nkosi Yesu, wamkele umoya wam. Uguqile ke ngamadolo, wadanduluka ngezwi elikulu, wati, Nkosi, ungabamiseli esisono. Akutsho, walala ubutongo.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele xxiii. 34.

KANGELANI, mna ndinitumela aba-profite nezi-lumko nababáli, niyakuti inxenye kubo niyibulale niyibetelele emnqamlezweni, niti inxenye kubo niyityakatye ezindlwini zenu zesikúngu, niyitshutshise kwimizi ngemizi; ukuze linifikele lonke igazi elinobuhlungisa elapalazwayo emhlabeni apa, kutabata egazini lika-Abeli ilungisa, kuse egazini lika-Zekariya unyana ka-Berekiya, enambulala pakati kwendawo engcwele nesibingelelo. Inene nditi kuni, Zonke ezonto ziyakusihlela esisizukulwana. Yerusalem, Yerusalem, wena ubabulalayo aba-profite, ubagibisele ngamatye abo

batunye kuwe, kufuti kangakananina nditande ukubabutela ndawonye abantwana bako, ngohlobo esiti isikukukazi siwabutele ndawonye amatole aso ngapantsi kwamapiko, anavuma! Yabonani indlu yenu ishiywa nani izé. Kuba nditi kuni, Aniyikuba sandibona emveni koku, nide niti, Makabongwe lowo uzayo nge-Gama le-Nkosi.

UMHLA KA-YOHANE ONGCWELE, UM-VANGELI.

UM-TANDAZWANA.

SSIYAKUTANDAZA, Nkosi Onetafu, siti, toba imitá yokukanya kwako pezu kwe-Kerike yako, ize iti ikanyiselwe yimfundiso yom-Postile wako u-Yohane Ongcwele, um-Báli we-Vangeli, ihambe ekukanyeni kwenyaniso yako, ize iti ekugqibeleni ifikelele ekukanyeni kobomi obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. I Ka-Yohane Ongcwele i. 1.

OKO kwakukó kwasekuqalekeni, oko sikuvileyo, oko sikubonileyo ngawetu amehlo, oko sakukangelayo, zakupata izandla zetu, okwe-Lizwi labo ubomi, (babonakaliswa ubomi, sibubonile, siyabunqinela, siyabuxela kuni, ubomi obo bungunapakade, bona obo bebukuye u-Yise, baza babonakaliswa kuti;) oko ke sikubonileyo, sikuvileyo, siyakuxela kuni, ukuze nani nibe nodlelano nati; lwaye ke udlelano lwetu lunaye u-Yise, lunaye u-Nyana wake u-Yesu Kristu. Ezizinto sinibalela, ukuze uvuyo lwenu luzaliseke. Lilo eli ilizwi esilivileyo kuye, esinityela lona, lokuba u-Tixo ukukukanya, nokuba akukó bumnyama kuye. Ukuba sitsho ukuti sinodlelano

naye, sibe sihamba ebumnyameni, soba siyaxoka, si-ngayenzi inyaniso; ke ukuba sihamba ekukanyeni, njengokuba yena esekukanyeni, sinodlelano omnye nomnye, liti negazi lika-Yesu Kristu lisihlambulule izono zonke. Ukuba siti, Asinasono, siyazilahlekisa, inyaniso ayikó kuti. Ukuba siti sizixele izono zetu, utembekile, ulilungisa lokusixolela izono, asihlambulule kuko konke ukungalungisi. Ukuba siti asonanga, simenza ixoki, ilizwi lake alikó kuti.

I-VANGELI. U-Yohane Ongcwele xxi. 19.

WATI u-Yesu ku-Petros, Ndilandele. Ejikile ke u-Petros wabona umfundi obetandwa ngu-Yesu elandela, lowo wayame esifubeni sake esidlweni, wati, Nkosi, ngubanina okunikelayo? U-Petros akumbona lowo, uti ku-Yesu, Nkosi, lo woba yinina? Wati u-Yesu kuye, Ukuba nditi nditande ukuba yena ahlale ndide ndifike, iyinina lonto kuwe? Landela mna wena. Lapuma ngoko elilizwi laya kubazalwana, ukuba lomfundi akayikufa. Waye u-Yesu engatsho ngokuye ukuti, akayikufa; wati, Ukuba nditi nditande ukuba yena ahlale ndide ndifike, iyinina lonto kuwe? Nguye lo umfundi onqinayo ngezizinto, wazibala ezizinto; kanjalo siyazi ukuba ubunqina bake buyinene. Kukó ke nezinye izinto ezininzi awenzayo u-Yesu, ezingati zite zabálwa ngazinye, ndiba umhlaba lo awungezibambi inewadi ezo zingabálwayo.

UMHLA WENTSANA EZINGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TXISO Somandla, owati emiloneni yentsana nabá-nyayo wadala amandla, wati mabakudumise ngokufa kwabo; Búbisa yonke inkohlakalo epakati kwetu, usomeleze ngobubele bako, ukuze siti ngo-

bumsulwa, siqinisele ukukólwa kude kube sekufeni, sidumise i-Gama lako elingcwele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NOWADANA. Isityilelo ziv. 1.

NDABONA, nantso i-Mvana imi pezu kwentaba ye-Tsiyon, kumi nayo ikulu elinamashumi mane anesine lamawaka, benalo igama lo-Yise libáliwe emabunzini abo. Ndeva izwi lipuma ezulwini, lingati sisandi samanzi amaninzi, lingati sisandi sendudumo enkulu, ndeva nezwi lababeti behadi bebetha ihadi zabo; bevuma ingoma engati intsha pambi kwetroni napambi kwezinto ezipilileyo zozine, nabadala; kwaye kungekó namnye unako ukuyifunda ingoma layo ongenguye wasukulwini elinamashumi mane anesine lamawaka ababetengiwe emhlabeni. Aba ngabo bangadyobekanga ngabafazi, kuba bemsulwa; aba ngabo balandelayo i-Mvana apo isukuba isiya kóna; aba batengwa bapuma ebantwini, balulibo kuye u-Tixo nakuyo i-Mvana; emlonjeni wabo akwafunyanwa nkohliso; kuba bengenasi páko pambi kwetroni ka-Tixo.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele ii. 13.

I-NGELOSINI ye-Nkosi yabonakala ku-Yosefu epúpuni, isiti, Vuka umtabate umntwana nonina, usabele e-Yiputa, uze ube kóna apo ndide ndikuxelele; kuba u-Herode uhlalel' ukumfuna umntwana lowo ukuba amtshabalalise. Evukile ke yena wantabata umntwana nonina ebusuku, wemka waya e-Yiputa; waba kóna apo wada wafa u-Herode; ukuze kuzaliseke okwatetwayo yi-Nkosi ngom-profite esiti, Ndambiza unyana wam apume e-Yiputa. Kekaloku u-Herode, akubona ukuba izazi zidlale ngaye, waba nomsindo kunene, waza watumela, wababulala bonke abantwana

abase-Betelehem, nakuyo yonke imida yayo, abaminyaka mibini bezelwe, nangapantsi, elungelelanisa nexesha abeliqonde kakuhle kuzo izazi. Kwandula ukuzaliseka okwatetwayo ngu-Yeremiya um-profite, esiti, Kwavakala izwi e-Rama, isikálo nesililo nesijwili esikulu, u-Rahele elilela abantwana bake, engavumi nokututuzeleka, ngokuba bengasekó.

I-CAWA ELANDELA UMHLA WE-KRISTMAS.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, osinikeleyo u-Nyana wako okupela kozelweyo, ukuba azitabatele isimo setu, ati ngokwanjengelixesha azalwe yi-Ntombi emsulwa; Yenza ukuba tina, sizelwe ngokutsha, sangeniswa saba ngabantwana bako ngofese, silhaziywe imihla ngemihla ngo-Moya wako Oyingcwele; ngayo lo-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

I-NOWADANA. Kuma-Galati iv. 1.

NDITI ke indlalifa ngexesha lonke engumntwana ayahluke nganto kumkonzi, nakuba iyinkosi yento zonke; ipantsi kwabagcini namagosa, kude kufike ixesha elamiswa ngapambili nguyise. Ngokunjalo nati, xenikweni besingabantwana, besikonziselwe pantsi kweziqalelo zomhlaba. Lite ke lakuzaliseka ixesha, u-Tixo wantuma u-Nyana wake, ote wazalwa ngumntu oyinkazana, ezalwe pantsi komteto; ukuze abatenge abakúlule abapantsi komteto, ukuze sikuzuze ukwenziwa onyana. Ngokuba ke ningonyana, u-Tixo wamkúpa u-Moya wo-Nyana wake weza ezintliziyweni zenu edanduluka esiti, Abba, Bawo! Ngoko ke akusengumkonzi, ungunyana;

ukuba ke ungunyana, ukwayindlalifa ka-Tixo ngo-Kristu.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongewele i. 18.

UKUZALWA kuka-Yesu Kristu kwaye kungo-luhlobo : kwati akuba unina u-Mariya useleganelwe u-Yosefu, bengekahlangani, wafunyanwa emitlango-Moya Oyingewele. Wati ke u-Yosefu indoda yake, engolilungisa, engatandi ukumhlaza ekuhleni, wanga angamala ngasese. Kwati esacinga ezizinto, i-ngelosi ye-Nkosi yabonakala kuye epupeni, isitl, Yosefu, nyana ka-Davide, mus' ukoyika ukumtabatela kuwe u-Mariya umfazi wako, kuba oko kukaulweyo pakati kwake kungo-Moya Oyingewele. Uyakuzala ke unyana, umbize ngegama elingu-Yesu ; kuba yena eyakubasindisa abantu bake ezonweni zabo. Kekaloku oku konke kwenziwa, ukuze kuzaliseke okwate-twayo yi-Nkosi ngom-profite, esitl, Yabonani, intombi iyakumita, izale unyana, abizwe ngegama elingu-Yimanuweli, oko kukuti ngenteto evakalayo, u-Tixo unati. Wati ke u-Yosefu, evukile ebutongweni, wenza ngoko ibimmisile ngako i-ngelosi, wamtabatela kuye umfazi wake ; waza ke akamazi, wada wazala unyana wake wamazibulo ; wambiza ke ngegama elingu-Yesu.

UKW-ALUKA KUKA-KRISTU.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, owatanda ukuba aluswe u-Nyana wako, awululamele umteto ngenxa yabantu ; Sipé ulwaluko lwenene lwo-Moya wako, ukuze zonke inkanuko zomhlaba nezenyama zibujiswe ezintliziyweni nasemizimbeni yetu, sithi ezintweni zonke silulamele intando yako engewele ; ngaye u-Nyana wako lowo u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma iv. 8.

INENYWEBE indoda eyakuti i-Nkosi ingaké ibalele sono kuyo. Lenyweba ngoko ikó kwabolwaluko na, ikó nakwabangebolwaluko, sinina ? kuba sitl, Ukólo lwabalelwa ebulungiseni ku-Abraham. Lwatiwawina kengoko ukubalelwa kuye ? esekwalukeni ? esekungalukini, sinina ? Engekóna ekwalukeni, esekungalukini. Waza wamkela umqondiso wolwaluko, itywina ke lokuqinisa ubulungisa bokólo abe nalo esekungalukini ; ukuba abe nguyise wabo bonke abakólwayo besekungalukini, ukuze ubulungisa bubalelwe nakubo ; nokuti abe nguyise wabalukileyo, abanganele ukuba ngabalukileyo nje kodwa, abati pezu koko bahambe emkondweni wokólo lobawo u-Abraham, abe nalo esekungalukini. Kuba ukumbeka ngedinga u-Abraham nokuba yinzala yake, lokuba abe yindlalifa yalo ihlabati bekungengamteteto, bekungobulungisa bokólo. Kuba abo basemtetweni, ukuba ngabo bazindla-mafa, ukólo alunto yanto, nedinga lingaba lipútsiwe.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele ii. 15.

KWATI ke, zakumka kubo i-ngelosi zisiya ezulwini, abalúsi abo bati omnye komnye, Masesihamba sisiya e-Betelehem, siyibone lento ihlileyo, esiyazisiweyo yona yi-Nkosi. Beza ngobunxámo, bamfumana u-Mariya, kwa no-Yosefu, nalo usana lulele emkumbini we-stali. Bati ke bakubona, balibéngenza ilizwi elabe litetwe kubo ngaye lomntwana. Bati bonke abo bevayo, bamangaliswa zezozinto zabe zitetwe kubo ngabalúsi. Waye ke u-Mariya ezigcina zonke ezizinto, eziguquguqula entliziyweni yake. Babuya abalúsi, bemzukisa bemdumisa u-Tixo ngenxa yazo zonke izinto ababezivile nababezibonile, njengoko kwabe kutetiwe kubo. Xeshikweni ke zazizalisekile intsuku

ezisibozo zokuba umntwana aluswe, watiywa igama elingu-YESU, elo wabelitiyiwe yi-ngelosi engekamitwa nokumitwa.

¶ *Lom-Tandazwana, kunye ne-Ncwadana ne-Vangeli, uyakutetwa imihla yonke ide ijike i-Epifani.*

I-EPIFANI

oko kukutl,

UKUBONAKALISWA KUKA-KRISTU KWINTLANGA.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, owati ngokukokela kwenkwenkwezi wabonakalisa u-Nyana wako ozelweyo emnye kwi-Ntlanga; Yenza ngetaŋa ukuba tina sikwaziyo kaloku nje ngokôlo, siti emva kobubomi sibe nokubona ubuqaqauli bobu-Tixo bako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Efeso iii. 1.

NGENXA yoko, mna Paulos, mbanjwa ka-Kristu Yesu ngenxa yenu zi-Ntlanga: ukuba ke nibuvile ubugosa bofefe luka-Tixo endabunikelwayo ngokusingisele kuni, okokuba wandazisa imfihlelo leyo ngokotyilelo, njengoko sendibâle kade ngokufutshane, enoti ngoko nakufunda nibe nokukuqiqua okwam ukuyiqonda imfihlelo ka-Kristu, ababengatanga kwezimbi izizukulwana bayaziswe onyana babantu, njengoko bayityilelweyo ngoku aba-postile bake abangwele naba-profite bake ngo-Moya; eyokuba i-Ntlanga zizindla-mafa nati, zikwamzimba mnye nati, zingamahlulelana nati ngedinga lake kuye u-Kristu ngazo indaba ezilungileyo, endaba ngumlungiseleli wazo

ngokwesipô sofefe luka-Tixo, endasinikwayo ngokokusebenza kwamandla ake. Mna lo uyena mncinanana kubo bonke abangwele, ndanikwa olubabalo lokuba ndishumayeke pakati kwe-Ntlanga indaba ezilungileyo zobutyebi obungalandekiyo buka-Kristu; ndibakânyisele bonke bayibone into oluyiyo udlelano lwemfihlelo, ebifihliwe kwasemapakadeni ikuye u-Tixo, owazidalayo zonke izinto ngo-Yesu Kristu; ukuze ngoku ozilauli nomagunya abakwezasezulwini indawo babaziswe ngayo i-Kerike ubulumko buka-Tixo obuzintlobo ezininzi, ngokwengqibo yake yasemapakadeni awayenzayo ngo-Kristu Yesu i-Nkosi yetu; esinako sikuye ukungafihlisi kwetu nokungeniswa oku kuye sinetemba, ngokukôlwa kuye.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongwele ii. 1.

KUTE ke, akuba u-Yesu ezelwe e-Betelehem yase-Yudeya emihleni ka-Herode ukumkani, kwafika e-Yerusalem izazi zivela empumalanga, zisiti, Upina lo uzelweyo, ukumkani wama-Yuda? Kuba sibone inkwenkwezi yake empumalanga, size kuqubuda kuye. Ute ke u-Herode ukumkani, akuya wakatazeka yena, ne-Yerusalem yonke naye. Wahlanganisa ke bonke ababingeleli abakulu nababâli babantu, wababuza ukuba ubeyakuzalelwa pina u-Kristu. Baté ke kuye, E-Betelehem yase-Yudeya, kuba kubâliwe ngumprofite kwatiwa, Nawe, Betelehem, mhlaba wakwa-Yuda, akunguye nakanye omncinanana pakati kwabalauli bakwa-Yuda; kuba kuwe apa kuyakupuma umlauli, yena uyakubalûsa abantu bam ama-Sirayeli. Kwakuba njalo, u-Herode ezibize ngasese izazi ezo, waliqonda kakuhle kuzo ixesha lokubonakala kwenkwenkwezi. Wazituma ke e-Betelehem, wati, Hambani niye nicokise ukubuzisa ngomntwana lowo; xa ke nite namfumana, zenindibikele, ukuze nam

ndiye kuqubuda kuye. Zimvile ke zona ukumkani zahamba; nantso inkwenkwezi leyo zayibonayo empumalanga izandulela, yada yaya kuma pezu kwendawo abe kuyo umntwana lowo. Zati ke, zakuyibona inkwenkwezi, zavuya ngovuyo olukulu kakulu. Zingenile endlwini, zambona umntwana eno-Mariya unina, zawa pantsi, ziqubuda kuye, zati zinqike impahla yazo, zanikela kuye iminikelo, i-golide, nentlaka emhlope, ne-more. Zati, kuba zihlatyelwe ngu-Tixo epupeni ukuba mazingabuyi ziye ku-Herode, zemka ngayimbi indlela ukuya ezweni lakowazo.

EYOKUQALA I-CAWA EMVA KWE-EPIFANI.

UM-TANDAZWANA.

YAMKELA, Nkosi, ngetafu imitandazo yabantu bako abazibika kuwe; ubancede ukuba baziqonde ezonto bafanele ukuzenza, bati ngofefe nangingamandla babe nokuzifeza; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma xii. 1.

NDIYANIVUSELELA ngoko, bazalwana, ngezibele zika-Tixo, ukuba niyimikele imizimba yenu ibe lidini elipilileyo, elingewele, elikolekileyo ku-Tixo, inkonzo yenu ke leyo yasengqondweni. Kanjalo ningamilisi okwelipakade, manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo zenu, ukuze nikucikide into okuyiyo ukutanda kuka-Tixo, okulungileyo, okukolekileyo, okufezekileyo. Kuba ngalo ufefe endilupileyo nditi kubo bonke abapakati kwenu, mabangazicingeli ngapezu koko bamelwe kuzicingela ngako;

mabazicingele ingcinga efanelekileyo, njengoko u-Tixo abele ulowo nalowo umlinganiso wokolo. Kuba kwa njengokuba sinamalungu amaninzi mzimbeni mnye, abe ke onke amalungu engenamsebenzi mnye: ngokunjalo tin' aba sibaninzi nje simzimba mnye ku-Kristu, sonke ke ngabanye singamalungu omnye elomnye.

I-VANGELI. U-Luka Ongcwele ii. 41.

BAYE ke abazali bake behambela e-Yerusalem iminyaka ngeminyaka emtendelekweni we-pasika. Kute, xa abe minyaka elishumi elinamibini ezelwe, bakubon' ukuba banyuke baya e-Yerusalem ngokwesiko lomtendeleko lowo, bakuba beyigqibile imihla, ekubuyeni kwabo, umntwana u-Yesu wasala e-Yerusalem; babengazi ke u-Yosefu nonina. Babeba ke bona usemkekweni wabahambi, bahamba uhambo lwamini nye, bamana bemfuna pakati kwemizalwana napakati kwabazana nabo. Bati bakuba bengamfumani, babuyela e-Yerusalem, bemfuna. Kwati emva kwemihla emitatu bamfumana e-tempileni, ehleli pakati kwabafundisi, ebapulapula ebuya eba-buza. Basuka bonke ababempulapula bati-nqa yingqondo yake nazimpendulo zake. Bakumbona bakwanqiswa. Unina wati kuye, Mntwanam, yinina ukuba usenje-nje? uyabona, uyihlo nam sibe sikufuna sibuhlungu kakulu. Wati kubo, Benindifunela nto-nina? beningazi na ukuba ndimelwe kukuba ndibe semcimbeni ka-Bawo? Ke bona abayiqondanga into awayiteta kubo. Wehla nabo waya kufika e-Nazarete, wabalulamela. Wamana ukuzigcina ke unina zonke ezondawo entliziyweni yake. Waye u-Yesu ekula nokukula ngobulumko nangobukulu nangokutandwa ngu-Tixo nangabantu.

EYESIBINI I-CAWA EMVA KWE-EPIFANI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, Ongunapakade, olaula konke oku-sezulwini nokusemhlabeni; Yiva ngetafu imitandazo yabantu bako, usipé uxolo lwako yonke imihla yobomi betu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma xii. 6.

SINAZO nje izipó ngezipó ngokofefe esiluplweyo, nokuba sinokuprofita, masiprofite ngokomlinganisó wokólo; nokuba sinobukonzi, masihlale ebukonzeni; nokuba ngofundisayo makahlale emfundisweni; nokuba ngovuselelayo, makahlale ekuvuseleleni; owabayo, makabe engenakumbi; ongamelayo, makóngame enyamekile; owenza inceba, makayenze inceba ecwáyitile. Utando malungabi naluhanahaniso; kutiyeni okungendawo, namatelani kokulungileyo. Niti ngokutanda kwenu abazalwana, yenzelanani ngobubele; ngokubeka ke, elowo maze akwélele ulowo; ngokukútala ke, ningatyafi; ngomoya ke, vutani; i-Nkosi yikonzeni; vuyani ninetemba; nyamezelani nisebandezelweni; zingisani ekutandazeni; yabelani abangcwele beswele; zigcineni nendwendwe. Basikeleleni abanitshutshisayo; sikeleleni, ningaqalekisi. Vuyani nabavuyayo, nilile nabalilayo. Cingelanani nto nye; musan' ukucinga izintó ezipakamileyo, tsalelani kwezitobekileyo.

I-VANGEL. U-Yohane Ongcwele ii. 1.

KUTE ngomhla wesitatu kwabakó umtshato e-Kana yelase-Galili; waye unina ka-Yesu ekóna. Wamenyelwa ke no-Yesu kwa nabafundi bake emtsha-

tweni lowo. Kute ke bakupélelwa yi-wayine, wati unina ka-Yesu kuye, Abana-wayine. Utí u-Yesu kuye, Yinto-nina enam nawe, mfazi, alikafiki ilixalam. Wati unina kwizicaka, Asukuba ekuteta kuni, kwenzeni. Kwakumi ke kóna imipánda yamatye imitandatu, ngokwentlambuhulo yama-Yuda, engena ngaminye i-bate ezimbini nantatu. Wati kuzo u-Yesu, Yizaliseni imipánda ngamanzi. Zayizalisa ke, yada ye-cike. Wati kuzo, Yikáni ngoku, nise kwinjoli. Zesa ke. Kekaloku injoli yakuweva amanzi abenziwe i-wayine (yayingazi ke apo ivela kóna; kodwa izicaka bezisazi ebeziwakile amanzi), yasuka injoli yabiza umyeni, yati kuye, Wonke umntu ubeka kuqala i-wayine emnandi, aze xa bate bakólisile ukusela, andule ukubeka enganeno kwaleyo; wena ke uyigcinile i-wayine emnandi kwada kwangoku. Oku kuqaleka kwemigondiso wakwenza u-Yesu e-Kana yelase-Galili, walubonakalisa uzuko lwake; bakólwa kuye abafundi bake.

EYESITATU I-CAWA EMVA KWE-EPIFANI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, Ongunapakade, bukangele ngetafu ubulwelve betu, uti kuzo zonke ingozi nentswelo zetu, wolule isandla sako sokunene, sisincede, sisikúsele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma xii. 16.

MUSAN' ukutí nizingqondi okwenu. Ningabuyekezi ububi ngobubi nakubani. Kátalelani okuhle emehlweni abantu bonke. Ukuba kunokwezeka okukokwenu nina, hlalani ninoxolo nabantu bonke. Musani ukuzipindezelela, zintanda; yikwéle-

leni ingqumbo ; kuba kubáliwe kwatiwa, Impindezele yeyam, kuya kubuyekeza mna, itsho i-Nkosi. Ngoko, ukuba utshaba lwako lulambile, lupé ludle ; ukuba lunxaniwe, luseze ; kuba ngokwenjenjalo wofumba amalahle omlilo entloko yalo. Ungabi ngoyiswa bububi ; boyise ububi ngokulungileyo.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele viii. 1.

KEKALOKU akuhla entabeni apo, walandelwa ngabantu abaninzi. Nanko kusiza oneqénqa, waqubuda kuye, esiti, Nkosi, ukuba uyatanda, unako ukundihlambulula. Wasolula isandla u-Yesu, wamcukumisa, esiti, Ndiyatanda, hlambuluka. Lahlambuluka kwa oko iqénqa lake. Wati u-Yesu kuye, Lumka ungaxeleli bani ; hamba uye kuzibonisa kumbingeleli, uwunikele umnikelo awamisa wona u-Moses, ube bunqina kubo. Kekaloku akubon'ukuba u-Yesu ungene e-Kapernahum, kweza kuye umteteli-kulu embongoza, esiti, Nkosi, isicaka sam silele ngendlu sinedumbe, situtunjelwa ngokoyikekayo. Wati u-Yesu kuye, Ndoza ndisipilise mna. Wapendula umteteli-kulu wati, Nkosi, andikulingene ukuba ude ungene pantsi kopahla lwam ; teta ilizwi lodwa, sopiliswa isicaka sam. Kuba nam ndingumntu opantsi kwegunya labanye, ndinama-soldati pantsi kwam ; nditi kweli, Yiya, liye ; kweliya, Yiza, lize ; kumkonzi wam, Yenza oku, akwenze. Evile ke u-Yesu wamangaliswa, wati kwabalandelayo, Inene nditi kuni, andifumananga lukólo lungakanana nakwa-Sirayeli. Nditi ke kuni, Baninzi abayakufika bevela empumalanga nasentshonalanga, bahlale pantsi ndawonye no-Abraham, no-Isake, no-Yakobi ebukumkanini bezulu. Kodwa bona abantwana bobukumkani baya kukutshelwa ebumnyameni bangapandle ; kón' apo kuya kubakó ukulila nokutshixiza kwamazinyo. Waza

wati u-Yesu kumteteli-kulu, Hamba ke, makwenzeke kuwe ngokokólo lwako. Sapiliswa kwa ngalo elolixa isicaka sake.

EYESINE I-CAWA EMVA KWE-EPIFANI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, osaziyo ukuba sipahlwe zingozi ezininzi nezinkulu kangaka, side siti ngenxa yobutataka betu sikóhlwe nokuma ; Sixáse usikúsele, sibe nokupumelela ezingozini nasezihendweni zonke ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma xiii. 1.

YONKE imipefumlo mayiwahulamele amagunya awongamileyo. Kuba akukó gunya lingelilo elivela ku-Tixo ; amagunya ke akóyo amiswe ngu-Tixo. Ngoko ke olicásayo igunya, umelene nommiselo ka-Tixo ; abo ke bameleneyo nawo bayakuzamkelela ugwebho. Kuba abapáti aboyikeki kwimisebenzi elungileyo, boyikeka kwemibi. Unga akungeloyiki na igunya ? yenza okulungileyo, wodunyiswa kwa lilo : kuba lingumkonzi ka-Tixo wokulungele wena. Ke ukuba uti wenze okubi, yoyika ; kuba alifumane lipáte ífele, kuba lingumkonzi ka-Tixo, umpindezeli wengqumbo kowenza okubi. Kungoko nditi, kufuneka ukululamela, ningenzi ngenxa yengqumbo yodwa, nisenza ngenxa yesazela naso. Kuba kukwangenxa yoku eninikela i-fafu ; kuba ngababusi baka-Tixo, bezingisa ukusebenza lonto. Ngoko nikani kubo bonke okubafaneleyo ; i-fafu kofanelwe yi-fafu, unikelo kofanelwe lunikelo, ukoyika kofanelwe kukoyikwa, imbeko kofanelwe yimbeko.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongwele viii. 23.

ENGENILE ke emkômbeni, bamlandela abafundi bake. Kwasuka kwabakô uqwitela olukulu e-lwandle ngokokude umkômba ugutyungelwe ngamaza; waye ke yena elele ubutongo. Beza abafundi bake bamvusa, besiti, Nkosi, sisindise, satshabalala. Wati kubo, Yinina ukuba nibe ngamagwala, nina balukôlo luncinane? Waza wavuka wayikalimela imimoya nolwandle; kwabakô ukuzola okukulu. Bamangaliswa ke abantu abo, besiti, Ngumntu mnina lo, lento alulanyelwa yimimoya nalulwandle? Kute akufika ngapesheya ezweni lama-Gergasi, kwahlangana naye abantu ababini abapétwe zi-demon bepuma emanwabeni, belugcalagcala, kwada kwayinkohla ukuba kudlule umntu ngalondlela. Basuka bakâla, besiti, Yinto-nina enati nawe, Yesu, Nyana ka-Tixo? apa uze kusitumbisa na pambi kwelona xesha? Bekukô ke mgama kubo ugxuba olukulu lwehangu lusidla. Zaye ke i-demon zimbongoza, zisiti, Ukuba uyasikûpa, sivumele siye kungena elugxubeni lwehangu oluya. Wati kuzo, Yiyani. Zapuma ke zaya kungena elugxubeni lwehangu; lwasuka lonke ugxuba lwehangu lwapâpâteka, lwehla eweni, lwagaleleka elwandle; zatshabalala emanzini. Bate abo babelwalûsa basaba, baya ekâya, babika into zonke, kwa nendawo yababepétwe zi-demon. Wasuka wonke umzi wapuma waya kumhlangabeza u-Yesu; bati bakumbona, bam-bongoza ukuba agqite kulomida yabo.

EYESIHLANU I-CAWA EMVA KWE-EPIFANI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakutandaza, yigcine i-Kerike engumzi wako ekukonzeni Wena; baze bati abatembela elufefeni lwako lodwa lwasezulwini, bakûselwe nguwe

ngamaxesha onke: ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

I-NCWADANA. Kwabase-Kolose iii. 12.

YAMBATANI ngoko, njengabanyulwa baka-Tixo, abangewele abatandiweyo, intliziyo enemfesane, ububele, ukutobeka kwentliziyo, ubulali, ukuzeka kade umsindo; ninyamezelana, nixolelana, ukuba ubani uti abe nokusola ngakubani; njengokuba naye u-Kristu wanixolelayo, manenjenjalo nani; ke pezu kwazo zonke ezozinto yambatani utando, intambo ke yogqibelelo; uxolo luka-Tixo malulaule ezintliziyweni zenu, enabizelwa kwakulo mzimbeni mnye; nibe nokubulela. Ilizwi lika-Kristu malihlale ngapakati kwenu ngokobutyebi, nizifundisa niziluleka ngabo bonke ubulumko, ngendumiso nengoma namaculo angawo-Moya, nivuma ngofefe ezintliziyweni zenu kuyo i-Nkosi; nako konke enisukuba nikwenza ngelizwi, nokuba kungomsebenzi, yenzani izinto zonke nge-Gama le-Nkosi u-Yesu, nibulela kuye u-Tixo u-Yise ngaye.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongwele xiii. 24.

UBUKUMKANI bezulu bufanekiswa nomntu owa-hlwayela imbewu entle entsimini yake. Kute ke xa baleleyo abantu, lwafika utshaba lwake, lwa-hlwayela umdiza pakati kwenqôlowa, lwemka. Ite ke yakudubula, yakuba nenkoko, wand' ukubonakala nomdiza. Bezile ke abakonzi bomnini-ndlu bati kuye, Nkosi, ubungahlwayelanga imbewu entle yinina entsimini yako? pofu iwuzuze pina umdiza? Wati ke kubo, Ngumntu olutshaba owenze lento. Bati ke abakonzi kuye, Uyatanda na ke ukuba siye siwubute? Uté ke, Hai; hleze niti, xa niwubutayo umdiza, ningotule nenqôlowa kunye nawo. Yekani zikûle

ndawonye zombini kude kuvunwe; ngexa ke lokuvuna ndoti kubavuni. Butani kuqala umdiza, niwubo pe ube zitungu utshiswe, kodwa yona inqolowa yihlanganiseleni kuvimba wam.

EYESITANDATU I-CAWA EMVA KWE-EPIFANI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, o-Nyana wako oncomekayo wabonakaliwa ukuze atshabalalise imisebenzi ka-Satana asenze sibe ngonyana baka-Tixo, nendla-mafa zobomi bapakade; Sipé ukuti, sinelitemba nje, sizihlambulule njengokuba ehlambulukile yena, ukuze siti, akubuya enamandla nobuqaqauli, senziwe sifane naye ebukumkanini bake obunobuqaqauli obungapeliyo, apo ahlal' ehleli nawe Bawo, nawe Moya Oyingewe, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. I Ka-Yohane Ongewele iii. 1.

BONANI utando olungakanana asitande ngalo u-Yise, ukuba sibizwe ngokuba ngabantwana baka-Tixo. Ngenxa yoko umhlaba awusazi tina, ngokuba awumazanga yena. Zintanda, kaloku singabantwana baka-Tixo, akukabonakali ke into esiyakuba yiyo; ke, siyazi ukuba xa ate wabonakala, sofana naye; ngokuba siyakumbona njengoko anjalo. Bonke abanalo elitamba kuye, bazenza nyulu, njengokuba yena enyulu. Bonke abasenzayo isono, benza ngokucása umteto, sona isono sikukucása umteto. Niyazi ukuba yena wabonakaliwa ukuze azitwale azisuse izono zetu; kanjalo akukó sono kuye. Bonke abahlala

kuye aboni; bonke abonayo abambonanga, abamazanga nokumazi. Bantwana, makungabikó namnye unilahlekisayo; lowo ubenzayo ubulungisa lilungisa, njengokuba naye elilungisa. Lowo usenzayo isono ungoka-Satana; ngokuba u-Satana wone kwasekuqalekeni. Wabonakaliselwa oku u-Nyana ka-Tixo, ukuze ayicite imisebenzi ka-Satana.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongewele xxiv. 23.

NGELOXESHA ukuba ubani uté kuni, Nanku apa u-Kristu, nokuba uté, Nankuya paya; musan' ukukólwa. Kuba kuyakuvela o-Kristu ababuxoki, naba-profite ababuxoki, benze imiqondiso emikulu nezimanga, ngokokude bati, ukuba bekunokwenzeka, balahlekise nabanyuliweyo. Yabonani, ndinixelele ngenx' engapambili. Ukuba ngoko bati kuni, Nanko entlango; musan' ukupuma niye. Nokuba bati; Nanko emagumbini; musan' ukukólwa. Kuba kwa njengokuba umbane uti upume empumalanga, ubonakale kude kuse entshonalanga, kuya kuba njalo nokufika ko-Nyana womntu. Kuba apo sukuba sikóna isidumbu, ayakuhlanganisana kóna amaxálanga. Kwa oko ke emveni kwembandezelo yalomihla, ilanga liyakwenziwa mnyama, iti nenyanga ifipale, ziti nenkwenkwezi ziwe ezulwini, ati namandla ezulu azanyanyswe. Uyakubonakala ngeloxesha umqondiso wo-Nyana womntu ezulwini; zilile ngeloxesha zonke izizwe zomhlaba, zimbone u-Nyana womntu esiza pezu kwamafu ezulu, enamandla nobuqaqauli obukulu. Azitume i-ngelosi zake zinexilongo elisandi sikulu, zihlanganisele ndawonye abanyulwa bake bapume kumacala omane omoya, kutabata esipélweni sezulu kude kuse kwesinye isipélo salo.

I-CAWA EKUTIWA YI-SETWAJESIMA,

okunye

EYESITATU I-CAWA PAMBI KWE-LENT.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakukunga, yiva ngobubele imitandazo Nyabantu bako; ukuze tina sifanele ukohlwaywa ngenxa yezigqito zetu, sikúlulwe ngetaflu lako, kuze kudunyiswe i-Gama lako; ngaye u-Yesu Kristu u-Msindisi wetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyi-ngewele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. I Kwabase-Korinte ix. 24.

ANAZI na, ukuba abo babalekayo elugqatsweni, babaleka okunene bonke; kodwa ke mnye owamkelayo umvuzo? Balekani ngokunjalo ke ukuze nizuze. Bonke abantu ke abazamayo bayazeyisa ezintweni zonke. Bona abo okunene benza ukuze bazuze isitsaba esinokonakala; ke tina esingekonakala. Mna kengoko ndenjenjalo ukubaleka, ndingazilazili; ndenjenjalo ukulwa, ndingafani ndibeta umoya; ndisuka ndiwubandezele umzimba wam, ndiwukonzise; hleze nditi, ndakuba ndishumayeke kwabanye, ndibe lilahlwa ngokwam.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongwele xx. 1.

UBUKUMKANI bezulu bufana nomntu ongumhini-ndlu owapuma kusasa waya kuqesha abasebenzi bokuya esi-diliyeni sake. Akuvumelana nabasebenzi ngemali ekutiwa yi-denariyo ngemini, wabatuma esi-diliyeni sake. Epumē malunga nelixa lesitatu wabona abanye bemi endaweni yembuto bengasebenzi. Wati nakwabo. Hambani nani niye esi-diliyeni, ndonika okusukuba kufanelekile. Bahamba ke baya.

Wabuya wapuma malunga nelixa lesitandatu nelesitoba, wenza kwa ngokunjalo. Epumile ke malunga nelixa leshumi elinanye, wafumana abanye bemi bengasebenzi, wati kubo, Yinina ukuba nime apa imini ipela ningasebenzi? Bati kuye, Akukó bani usiqeshileyo. Wati kubo, Hambani nani niye esi-diliyeni, niyakwamkela okusukuba kufanelekile. Kwakuhlwa uti umnini-sidiliya egoseni lake, Babize abasebenzi ubamkelise, uqala kwabokugqibela ude uye kwabokuqala. Bezile abo babeqeshwe malunga nelixa leshumi elinanye, bamkela elowo i-denariyo. Kekaloku bakuza abokuqala, baba bayakwamkela into engapezulu; nabo bamkela elowo i-denariyo. Beyamkele ke bamrofla umnini-ndlu, besiti, Aba bokugqibela basebenze ilixa lalinye, usuke, wabalinganisa nati tina sitwele ubunzima nobushushu bemini. Wapendula ke yena wati komnye wabo, Wetu, andikoni; ubungavumelananga nam nge-denariyo na? Tabata okwako uhambe; nditanda ukumnika lowo wokugqibela kwa njengoko ndikunike ngako. Akuvumelekile na ukuba ndenze endikutandayo ezintweni zam? Iliso lako likohlakele na, ngokuba ndilungile mna? Ngokukwanjalo abokugqibela bayakuba ngabokuqala, nabokuqala bayakuba ngabokugqibela; kuba baninzi ababiziweyo, ke bambalwa abanyuliweyo.

I-CAWA EKUTIWA YI-SEZAJESIMA,

okunye

EYESIBINI I-CAWA PAMBI KWE-LENT.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI Tixo, obonayo ukuba asitembi nto siyenzayo tina; Sipé ngetaflu ukuba sikúselwe ngamandla ako ebubini bonke, ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. 2 Kwabase-Korinte xi. 19.

NIYABANYAMEZELA kakuhle abaswele ukuqonda, nizingqondi nje nina. Kuba kaloku niyanyamezela, ukuba umntu unenza amakóboka, ukuba umntu uyanidla, ukuba umntu uyanibambisa, ukuba umntu uyazipakamisa, ukuba umntu uyanibeta ebusweni. Nditl ndizihlaza, ngati sasiswele amandla tina; Entweni ke asukuba umntu engoyiki, (nditeta ndinokuswela ukuqonda), andoyiki nam. Bangama-Hebere na? ndinguye nam. Bangama-Sirayeli na? ndinguye nam. Bayinzala ka-Abraham na? ndiyiyo nam. Bangabakonzi baka-Kristu na? (nditeta nje-ngopambene nengqondo), ndingongapezulu mna; ngokubulaleka okugqitiseleyo; ngemivimbo egqit' emgceni; ngokuba sezin-tolongweni ngokugqitiseleyo; ngokuba sekufeni kaninzi. Kuma-Yuda ndazuza kahlanu imivimbo emashumi mane kwapúka mnye; kukatatu ndabetwa ngentswazi; okunye ndaxulutywa ngamatye; ndapúkelwa ngumkómbe katatu; ndenze ubusuku nemini enzulwini; *nditi ndingongapezulu* ngokuhamba okufuti; ngengozi zemilambo; ngengozi zezihange; ngengozi kwabesizwe sakowetu; ngengozi kwi-Ntlanga; ngengozi pakati komzi; ngengozi entlango; ngengozi elwandle; ngengozi pakati kwabazalwana ababuxoki; ngokubulaleka nango-kwapúka; ngokungabi nakulala okufuti; ngokulamba nokunxanwa; ngokuzila ukudla okufuti; ngengqele nobuzé; ndingasazibali zona izinto ezingapandle kwezo, ndingungelwe imihla ngemihla kukuzixálela i-kerike zonke. Ngubanina oké aswel' amandla ndingaswel' amandla nam? ngubanina oké akú-tyekiswe, ndingatshiseki nam? Ukuba ndimelwe kuqáyisa, ndoqáyisa ngezinto zokuswel' amandla kwam. U-Tixo, u-Yise we-Nkosi yetu u-Yesú

Kristu, ongowokubongwa ngonapakade, uyazi ukuba andixoki.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele viii. 4.

KEKALOKU kwakuba kuntontelene into eninzi yabantu, bati nabemizi ngemizi bawomela kuye, wati ngomzekeliso, Umlhwayeli wapuma waya kuyihlwayela imbewu yake. Ekuhlwayeleni kwake yawa enye ngasendleleni, yanyatelwa, zati intaka zayidla zayigqiba. Yimbi yawa elulwalweni, yati isahluma, yatsha ngenxa yokuba ibingenakunyakama. Yimbi yawa pakati kwemitana enameva, yasuka imitana enameva yahluma kunye nayo, yayiminxa. Yimbi yawa kuwo wona umhlaba olungileyo, yahluma, yavelisa isiqámo kalikulu. Ute eziteta ezizinto, wadanduluka, esiti, Lowo unendlebe zokuva makeva. Baye ke abafundi bake bembuza besiti, Ungaba uyinto nina lomzekeliso? Uté ke yena, Nikupíwe nina uku-zazi imfihlelo zobukumkani buka-Tixo, ke kwabanye bona kungemizekeliso, ukuze bebona nje bangaboni, besiva nje bangaqondi. Kekaloku umzekeliso nguwo lo: Imbewu le lilizwi lika-Tixo. Abo ke bangasendleleni ngabo bevayo, andule afike u-Satana, alisuse ilizwi entliziyweni yabo, ukuze bangakólwa basindiswe. Abo ke baselulwalweni ngabasakuti bakuliva, balam-kele ilizwi ngovuyo; aba ke abanangambu, bona bakólwa umzuzwana, zebati ngexa lokuhendwa balahle. Leyo ke yawayo emitaneni enameva ngabo bati belivile bahambe benamaxála nobutyebi neziyolo zobubomi, baminxwe, baze bangavelisi siqámo. Ke leyo isemhlabeni omhle ngabo bona bati ngentliziyo entle elungileyo, bakuliva ilizwi, balibambe, bavelise iziqámo benomonde.

I-AWA EKUTIWA YI-KWINKWAJESIMA,

okunye

I-AWA EYANDULELA I-LENT.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, osifundisileyo ukuba zonke izenzo zetu kungekò lutando ziyinto engeyonto: Tuma u-Moya wako Oyingcwele, ugalele ezintliziyweni zetu esosipò silungileyo sotando, silibande loxolo nobulungisa bonke, abe osukuba engenalo, noko apilileyo, enjengofileyo pambi kwako; Sipé oku ngaye u-Nyana wako emnye u-Yesu Kristu. *Amen.*

I-NCWADANA. 1 Kwabase-Korinte xiii. 1.

NNDINGAFANELANA nditeta ngelwimi zabantu neze-ngelosi, utando ke ndingenalo; ndisuke ndaba yixina ehlokomayo necangci elikencezayo. Ndingafanelana ndinako ukuprofita, ndizazi imfihlelo zonke, ndinako konke ukwazi; ndingafanelana ndinalo lonke ukòlo, ngokokude ndisunduze intaba, utando ke ndingenalo, andinto yanto. Ndingafanelana ndisamkelisa ngempahla yam yonke, nokuba ndite umzimba wam ndawunikela ukuba utshiswe, utando ke ndingenalo, akundineedi luto. Utando luzeka kade umsindo, lunobubele; utando alunamona; utando alugwagwisi; alukúkumali; alwenzi okuzintloni; alufuni okukokwalo kodwa; alucapuki; alunanzondo; aluvuyeli kungalungisi; luvuyisana nenyano; lutwala into zonke; lukòlwa zinto zonke; lutemba into zonke; lunyamezela into zonke. Utando aluze lutshitshe; nokuba ke kukuprofita, kuyakubàngiswa; nokuba zilwimi, ziyakupeza; nokuba kukwazi, kuyakuputiswa. Kuba sisazi ngokuyinxenye, siprofite

ngokuyinxenye. Xa kute ke kwafika okuzalisekileyo, kuyakwandula ukuputiswa okuyinxenye. Oko bendingumntwana, benditeta ngokomntwana, bendiqonda ngokomntwana, bendicamanga ngokomntwana; ndite ke ndakuba yindoda, ndazibàngisa izinto zobuntwana. Kuba ngoku sikangela enwadini yokuzibona ngobuzizi, oko ke siyakukangelana ebusweni; ngoku ndazi ngokuyinxenye, oko ke ndiyakwazi kakuhle njengoko ndaziwayo nokwaziwa nam. Kungoku ke kuhlala kuhleli ukòlo, itemba, utando, ezonto zontatu; eyona inkulu ke kuzo apo lutando.

* I-VANGELI. U-Luka Ongcwele xviii. 31.

KEKALOKU u-Yesu wazitabatela abalishumi elinababini, wati kubo, Niyabona, siyenyuka siya e-Yerusalem, zaye zonke izinto ezibáliweyo ngabaprofite ziyakufezeka kuye u-Nyana womntu. Kuba uyakunikelwa kuzo i-Ntlanga, kudlalwe ngaye, apátwe kakubi, atshichelwe; zimtyakatye, zimbulale; ati ngomhla wesitatu abuye avuke. Bona abaqondangento kwezizinto; laye nelilizwi lifihlakele kubo, babengazazi izinto ezitetwayo. Kwaye kekaloku, ekusondeleni kwake e-Yeriko, kuhleli imfama etile ngasendleleni inqiba; ite yakuba kudhula isihlwele, yabuza ukuba ingaba yinto-nina le. Bayixelela ke ukuba kudhula u-Yesu wase-Nazarete. Yabombolozisa isiti, Yesu, Nyana ka-Davide, ndenzele inceba. Baye abo babehamba ngapambili beyikalimela ukuba ititu; kwaba kukóna ke yona yakálayo ngakumbi isiti, Nyana ka-Davide, ndenzele inceba. Wema ke u-Yesu, wati mayiziswe kuye; yakusondela ke wayibuza esiti, Ufuna ukuba ndikwenzele nto-nina? Ité ke yona, Nkosi, ukuba ndibuye ndibone. U-Yesu wati kuyo, Buy' ubone; ukòlo lwako lukusindisile. Kwangoko yabuya yabona, yamlandela imzukisa

u-Tixo ; bati bonke abantu bakukubona oko bamdumisa u-Tixo.

UMHLA WOKUQALA WE-LENT,

okunye

IMINI YOTUTU.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla Ongunapakade, ongatiyiyo nanye into oyenzileyo, oxolela izono zabo bonke abagukukayo ; Dala pakati kwetu intliziyo ezintsha ezigqobokileyo, size siti, sizilelela izono zetu, sibuvuma ubungendawo betu, sizuze kuwe, ongu-Tixo wetafu lonke, ukukululwa nokuxolelwa kanye ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Lom-Tandazwana mawutetwe yonke imihla ye-Lent, emva kom-Tandazwana we-Mini.*

EYE-NCWADANA. U-Yoweli ii. 12.

BUYANI nize kum, itsho i-Nkosi, ngentliziyo yonke, nangokuzila, nangenyembezi, nangokulila ; nitalule intliziyo yenu, ingabi zingubo zenu, nibuyele e-Nkosini, u-Tixo wenu ; kuba yena unofefe nemfesane, ezeka kade umsindo, enenceba enkulu, ezohlwaya ngenxa yobubi. Ngubanina owaziyo, mhlaumbi wobuya azohlwaye, ashiye intsikelelo emva kwake, umnikelo wokudla notululwayo e-Nkosini u-Tixo wenu. Vutelani ixilongo e-Tsiyon, ngewalisani inzilo, memani ingqungqutela ; hlanganisani abantu, ngewalisani ibandla, butani abadala, hlanganisani intsap nabanyayo ; makapume umyeni engontsini yake, umtshakazi esililini sake. Ababingeleli, abakonzi be-Nkosi, mabalile pakati kwentendelezo nesibingelelo, bati, Yiba nenceba, Nkosi, ebantwini bako, ungalini-

keli ilifa lako ekungeikivweni, ukuba intlanga zihlekise ngabo ; yinina ukuba kutlwe ezizweni, Upina u-Tixo wabo ?

I-VANGELI. U-Mateyu Ongewele vi. 16.

XA sukuba ke nizilile ukudla, maningabi njengabahanahanisi bona bamatshekileyo ; kuba benza bubi ubuso babo, ukuze babonakale ebantwini ukuba bazilile. Inene nditi kuni, Bawufincile umvuzo wabo. Ke wena, wakuzila, yitambise intloko yako, ubuhlambe ubuso bako ; ukuze ungalonakali ebantwini ukuba uyazila, ubonakale ku-Yihlo osemfihlekweni ; aze u-Yihlo obona emfihlekweni akubuyisele ekuhleni. Ningaziqwebeli ubutyebi emhlabeni, apo konakalisa inundu nomhlwa, nalapo amasela agqobozayo ebé ; ziqwebeleni ke ubutyebi ezulwini, apo kungonakalisi nundu namhlwa, nalapo amasela angagqoboziyo ebé ; kuba apo bukona ubutyebi benu, yoba lapo nentliziyo yenu.

EYOKUQALA I-CAWA YE-LENT.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, owati ngenxa yetu wazila ukudla intsuku zamashumi mane ; Sipé amandla okuba siti ngokuzila siyoyise imizimba yetu, ilulekwe ngu-Moya wako, size sikulandele ngobulungisa nangobungwele, ukuze kudunyiswe Wena, ohleli ulaula no-Yise no-Moya Oyingewele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. 2 Kwabase-Korinte vi. 1.

SISEBENZISANA naye nje, siyaniyala ukuba ningafumani nilwamkele ufefe luka-Tixo ; (kuba uti, Ndakuva ngexesha elamkekileyo, ndakusiza

ngomhla wosindiso ; yabonani, lingoku ixesha elamkelekileyo ; yabonani, ungoku umhla wosindiso ; singaxakanisi mntu nganto, ukuze ubukonzi betu bungabi nakubekwa bala ; sisuka siti ezintweni zonke siziqondakalise ngokwabakonzi baka-Tixo, ngokunya-mezela okukulu, sisezimbandezelweni, sisezingxakekweni, sisezingxinanweni, sinemivimbo, sisezin-tolongweni, sisezipitipitini, sibulaleka, singalali, sinokuzila ukudla, sinobunyulu, sinokwazi, sinokuzeka kade umsindo, sinobubele, sino-Moya Oyingewe, sinotando olungahanahansiyo, sinelizwi lenyaniso, sinamandla ka-Tixo, sinezixobo zobulungisa zasekunene nasekohlo, sikuzuko nakwintswela-mbeko, sikudumo olubi nakudumo oluhle ; ngati singabalahlekisi, kanti singabenyaniso ; ngati singabangaziwayo, kanti singabaziwayo ; ngati singabafileyo, nanku sisidla ubomi ; ngati singababetswayo, singabulawa noko ; ngati sibuhlungu, kanti singabahlala bevuya ; ngati singamahlwempu, kanti singabatyebisa abaninzi ke ; ngati singabangenanto, kanti singabahlala benento zonke.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongewele iv. 1.

WAZA u-Yesu wenyuswa wesiwa entlango ngu-Moya, ukuba ahendwe ngu-Satana. Ute akuba ezile ukudla imini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane, ekupeleni kwazo walamba. Efikile umhendi kuye, wati, Ukuba ungu-Nyana ka-Tixo, yitsho lamaty ebe zizonka. Wapendula ke yena wati, Kubaliwe kwatiwa, Akapili ngasonka sodwa umntu, upila ngamazwi onke apuma emlonyeni ka-Tixo. Aze u-Satana amtabate amse kuwo umzi ongewele, ammise elucocoyini lwe-tempile. Ati ke kuye, Ukuba ungu-Nyana ka-Tixo, zipose ezantsi ; kuba kubaliwe kwatiwa, Uyakuziwisela i-ngelosi zake

umteto ngawe, zikufukule ngezandla, hleze ubeteke ngonyawo lwako etyeni. Wati u-Yesu kuye, Kubaliwe kanjalo kwatiwa, Uz' ungayihendi i-Nkosi u-Tixo wako. Ubuya u-Satana amtabate amse entabeni epakame kakulu, ambonise zonke izikumkani zomhlaba nozuko lwazo, ati kuye, Zonke ezizinto ndokunika, ukuba ute wawa pantsi, waqubuda kum. Aze ati u-Yesu kuye, Suk' umke, Satana ; kuba kubaliwe kwatiwa, Yi-Nkosi u-Tixo wako oyakuqubuda kuyo, ukonze yona yodwa. Andule ke u-Satana uku-myeka ; nanko kufika i-ngelosi zamkonza.

EYESIBINI I-CAWA YE-LENT.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, obonayo ukuba tina ngokwetu asinamandla okuzigcina ; Silondoloze umzimba nompefumlo, size sisinde emashweni onke anokuhlela umzimba, sigcinwe ezingcinganeni zonke ezinokwenzakalisa umpefumlo ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. 1 Kwabase-Tesalonika iv. 1.

SIYANICELA, bazalwana, siniyale sise-Nkosini u-Yesu, ukuba niti, njengokuba nakwamkelayo kuti okokuba nimelwe kukuti-nina ukuhamba noku-mkolisa u-Tixo, nikule kuko ngakumbi. Kuba niyazi ukuba zabe ziziyalo zinina, esaniyala ngazo nge-Nkosi u-Yesu. Kuba oku kukutanda kuka-Tixo, ukungwaliswa kwenu, ukuba nikumke kuwo umbulo ; ukuba elowo kuni akwazi ukuzipata ngobungwalisa nembeke, agatabateki yinkanuko, njenge-Ntlanga ezingamaziyo u-Tixo ; ukuba kungabiko ugqitisayo amlumkise umzalwana wake emcimbini ; ngenx' enokuba

i-Nkosi ngumpindezeli wazo zonke ezizinto, njengoko sasinixelele ngokucacileyo, saniqononondisa. Kuba u-Tixo akasibizelanga ekuncóleni, usibizele ebungwawaliseni. Ngako oko ke lowo udelayo akadeli mntu, udela u-Tixo owasinikayo nokusinika u-Moya wake Oyingewele.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongewele xv. 21.

EPUMILE kóna apo u-Yesu wasinga kumacala ase-Tire ne-Tsidon. Kwati-tú um-Kananekazi evela kulomida, ekála esití, Ndenzele inceba, Nkosi, nyana ka-Davide, intombi yam ipétwe yi-demon kakubi. Akampendula ke nalinye ilizwi. Beza abafundi bake bamcela besití, Mndulule, ngokuba usilandela ekála. Wapendula ke yena watí, Nditunywe kwizimvu ezilahlekileyo zendlu ka-Sirayeli zodwa. Weza ke waqubuda kuye, esití, Nkosi, ndisize. Upendule ke watí, Asinto intle ukusitabata isonka sabantwana, sipóswe ezinjaneni. Watí ke yena, Ewe, Nkosi; kuba nenjana zidla kwimvutuluka eziwe e-tafileni yabaninizo. Waza ke wapendula u-Yesu watí kuye, Mfazi, lukulu ukólo lwako; makwenzeke kuwe njengokutanda kwako. Yapiliswa intombi yake kwa ngelolixa.

EYESITATU I-CAWA YE-LENT.

UM-TANDAZWANA.

SIYAKUTANDAZA, Tixo Somandla, ukuba unyamekele ukulangazelela kwentliziyo zezicaka zako, uyolule ingalo yako enamandla, isikúsele kuzo zonke intshaba; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

I-NCWADANA. Kwabase-Efeso v. 1.

YIBANI ngabaxelisa u-Tixo, ngokwabantwana abazintanda; nihambe elutandweni, kwa njengokuba naye u-Kristu wasitandayo, wazinikela ngenxa yetu ukuba abe ngumnikelo nedini kuye u-Tixo, ukuba abe livumba elimnandi. Ke umbulo, nako konke ukuncóla, nokubawa makungaké kukankanywe pakati kwenu, njengoko kubafaneleyo abangevele, kwa namanyala, nenteto yobuyata, nobuncoko obubi, izinto ezo ezingafanelekileyo; makube kokukóna nine-mibulelo. Kuba oku nikwazi, ukuba wonke umenzi wombulo, nomntu oncóleleyo, nolibawa onto nye yena nomkonzi wezitixo, akanalifa ebukumkanini buka-Kristu no-Tixo. Makungabikó namnye unikhohlisayo ngamazwi angengawo; kuba iza ngenxa yezozinto ingqumbo ka-Tixo pezu kwabangevayo. Ngoko ningabi ngamahlulelana nabo. Kuba nina naye nifudula nibumnyama, ke ngoku nikukukánya nise-Nkosini nje; hambani ke ngokwabantwana bokukánya; (kuba sona isiqámo so-Moya sikuko konke ukulunga nobulungisa nenyanyiso;) nicikida ukuba yinto-nina ekólekileyo kakuhle kwi-Nkosi. Kanjalo ningabi nalo udlelano ngemisebenzi engeyonto yobumnyama; makube kukóna niyohlwayayo; kuba izinto ezenziwa ngabo emfihlekweni kulihlazo noku-ziteta. Ke zonke izinto zakohlwaywa ziyabonakaliswa kuko ukukánya; kuba konke okubonakaliswayo kukukánya. Kungoko atí, Vuka wena uleleyo, uvuke kwabafileyo, akukányisele u-Kristu.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xi. 14.

U-YESU wayekúpa i-demon, yaye ke isidenge. Kwati ke, yakupuma i-demon, sateta isidenge, bamangaliswa abantu. Kodwa abatle kubo batí, Uzikúpa i-demon ngo-Bezebule inkosi ye-demon. Baye

ke bambi bemlinga, befuna kuye umqondiso opuma ezulwini. Kekaloku yena ezazi izicamango zabo, wati kubo, Bonke ubukumkani obahlulelene bodwa, buyapanza; nendlu eyahlulelene nendlu, iyawa. Ukuba ke no-Satana wahlulelene yedwa, boti-nina ukuma ubukumkani bake? ngokuba niti ndizikupa i-demon ngo-Belezebule. Ke ukuba mna ndizikupa i-demon ngo-Belezebule, bazikupa ngabanina onyana benu? bayakuba ngabagwebi benu bona ngenxa yoko. Ke ukuba ndizikupa i-demon ngomnwe ka-Tixo, ngoko bunifikele kanti ubukumkani buka-Tixo. Xa liti igoŕa lixobe tu, lilinde ibotwe lalo, impahla yalo ihlala inqabile; kodwa xa lite elinamandla kunalo lalifikela laluyisa, lilihluta sonke isirweqe salo elabe litemba sona, liwabe amaxoba alo. Lowo ungengakum ucasene nam; nalowo ungandibutisiyo uyacitacita. Xa umoya oncólileyo ute wapuma emntwini, ucanda ezindaweni ezingenamanzi, ufuna ukupumla; uze wakuba ungakufumani, usuke uti, Ndiyakubuyela endlwini yam endapuma kuyo. Uti wakufika uyifumane itshayelwe ivatisiwe. Wandul' ukuya kutabata abanye omoya abasixénxe abangendawo kunawo, bangene ke bahlale kóna, lize ikamva lalomntu libe libi kunesiqalo. Kekaloku kwati, ekuziteteni kwake ezizinto, umfazi wasebantwini apo walipakamisa izwi, wati kuye, Sinetamsanqa isizalo esakubambayo, namabele owayanyayo. Uté ke yena, Yiti kanye banetamsanqa abo balivayo ilizwi lika-Tixo baligcine.

EYESINE I-CAWA YE-LENT.

UM-TANDAZWANA.

TXIXO Somandla, yenza ukuba tina sifanele uko-hlwaywa ngenxa yezenzo zetu ezikohlakeleyo siti ngotutuzelo lofefe lwako sikúlulwe ngobubele bako

obukulu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi no-Msindisi wetu. Amen.

I-NCWADANA. Kwabase-Galati iv. 21.

NDIXELELENI, nina nitandayo ukuba pantsi komteto, aniwuvi na umteto? Kuba kubáliwe kwatiwa, u-Abraham waye nonyana ababini; omnye engewekóbokazana, omnye engowomfazi okúlulekileyo. Waye okunene lowo wekóbokazana ezelwe ngokwenyama, kodwa lowo womfazi okúlulekileyo wayezelwe ngalo idinga. Eziyintsonkota zona ezozinto; kuba aba bayiyo iminqopiso emibini; omnye uvela entabeni ye-Sinayi, uzalela ebukóbokeni, ongu-Hagare wona lowo. Kuba kunje, u-Hagare yi-Sinayi intaba ekwelama-Arabi, elungelelene ne-Yerusalem yakaloku-nje, esebukóbokeni ke nabantwana bayo. Ke yona epezulu i-Yerusalem ikúlulekile, engumá wetu sonke leyo. Kuba kubáliwe kwatiwa, Yiba nemihlali, ludlolo lungazaliyo; gqabuka umemelele, wena ungenanimba; ngokuba baninzi abantwana besishiywa ngapezu kwabonendoda. Tina ke, bazalwana, singabantwana bedinga njengo-Isake. Kusuke, kwa njengokuba wayesiti oko owazalwa ngokwenyama amtshutshise owazalwa ngoko-Moya, kwaba njalo nakaloku. Siti-nina ke isi-Bálo? Siti, Likúpele pandle ikóbokazana nonyana walo; kuba nonyana wekóbokazana akasayikulidla ilifa kunye nonyana wokúlulekileyo. Ngoko, bazalwana, asingabantwana bekóbokazana tina, singabowokúlulekileyo.

I-VANGELI. U-Yohane Ongcwele vi. 1.

U-YESU waya pesheya kolwandle lwase-Galili, olulwandle lwase-Tiberiyasi. Walandelwa ke ngabantu abaninzi, ngokuba bebona imiqondiso

yake abeyenza kwababesifa. Kekaloku u-Yesu wenyukela entabeni, wahlala pantsi kóna nabafundi bake. Yaye ke ikufupi i-pasika, umtendeleko wama-Yuda. Ewapakamisile ngoko u-Yesu amehlo ake, ebonē abantu abaninzi besiza kuye, wati ku-Filipu, Sozitenga pina izonka, ukuze badle aba? (Ubesitsho ke emlinga; kuba ubeyazi yena into abezakuyenza.) U-Filipu wampendula wati, Izonka zedenariyo ezimakulu mabini azibanele, ukuze elowo atabate intwana. Omnye kubafundi bake, u-Andreya, umzalwana ka-Simon Petros, wati kuye, Kukó inkwenkwana apa enezonka ezihlanu ze-fasi nentlanzi ezimbini; kodwa ke ziyintonina ezo kwabangakanana? Uté ke u-Yesu, Bahlaliseni pantsi abantu. Kwaye kukó utyani obuninzi kulondawo. Ahlala pantsi ngoko amadoda engati ngamawaka amahlanu inani lawo. Wazitabata ke izonka u-Yesu, wati akubulela, wababela abafundi, bati ke abafundi babela abo babehleli pantsi, kwa kwanjalo nakwintlanzi ngangokutanda kwabo. Bakuhluta ke, uti kubafundi bake, Butani amaqékeza aseleyo, ukuze kungalahleki nto. Babuta ngoko, bazalisa izitya zalishumi elinazibini ngamaqékeza abesele kubo ababedlile ezonkeni ezihlanu ze-fasi. Ngoko abantu aba, bakuwubona umqondiso awawenzayo u-Yesu, bati, Inyaniso lo nguye um-Profite lowo uzayo emhlabeni.

EYESIHLANU I-CAWA YE-LENT.

UM-TANDAZWANA.

SSIYAKUTANDAZA, Tixo Somandla, ukuba ubakangele abantu bako; baze bahlale belaulwa begcinwe umzimba nompefumlo ngobubele bako obukulu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kuma-Hebere ix. 11.

EFIKILE nje u-Kristu engu-Mbingeleli Omkulu wazo izinto ezilungileyo ezizakubakó, ute ngeyona nkulu igqibeleleyo in-tente, engenakwenziwa ngazandla, oko kukuti, engeyiyo yokukudalwa, wangenena kwaba kanye kweyona ngcwele, kungengalo igazi le-bokwe nelamatóle, kungegazi elililake, efumanise inkululeko engunapakade. Kuba, ukuba igazi lenkomo ne-bókwe notutu lwetokazi olufefa abazinqambi, lungcwalisela ekuhlambululeni inyama; lobeka pina ukugqitisela lona igazi lika-Kristu, owazinikela ngo-Moya ongunapakade, engenasipáko, kuye u-Tixo, ukusihlambulula isazela senu emisebenzini efileyo, ukuze nikonze u-Tixo opilileyo? Nangenxa yoko ke ungu-Mteteleli womnqopiso omtsha, ukuze bati abo babiziweyo balamkele idinga lefifa elingunapakade, ngako ukufa okuhlaulela izigqito ezibe zipantsi kwawo umnqopiso wokuqala.

I-VANGELI. U-Yohane Ongcwele viii. 46.

WATI u-Yesu, Ngubanina kuni ondohlwayayo ngenxa yesono? Ukuba ke nditeta inyaniso, kunganina ukuba ningakólwa ndim? Lowo ungoka-Tixo uyaweve amazwi ka-Tixo; ngenxa yoko aniveva nina, ngokuba ningengabaka-Tixo. Apendula ngoko ama-Yuda, ati kuye, Asilungisi na tina ukuti ungum-Samariya wena, nokuti une-demon? Wapendula u-Yesu wati, Andina-demon mna; ndibeka u-Bawo; nina ke nindihlaza. Mna ke andifuni luzuko lwam; ukó lowo ufunayo, ugwebayo. Inene, inene nditi kuni, Ukuba umntu ute waligcina ilizwi lam, akasayikuze abone kufa napakade. Ati ngoko ama-Yuda kuye, Kukaloku nje siyazi ukuba une-demon; u-Abraham wafa, nabo aba-profite bafa, ube wena usiti, Ukuba umntu ute waligcina ilizwi lam, aka-

sayikuze eve kufa napakade. Wena ungaba umkulu yinina kunobawo wetu u-Abraham, yena wafayo? naba-profite bafa; uzenza banina wena? Wapendula u-Yesu wati, Ukuba mna nditi ndizizukise, uzuko lwam alungebi nto; ngu-Bawo ondizukisayo, eniti nina ngu-Tixo wenu. Kanti ke animazanga: mna ke ndiyamazi; ukuba ndite andimazi, ndoba lixoki njengani; ndiyamazi, ndiligcinile nelizwi lake. U-Abraham uyihlo wagcobela ukuwubona umhla wam; wawubona, wavuya. Ati ngoko ama-Yuda kuye, Ungekabi naminyaka imashumi mahlanu nje, umbonile na u-Abraham? Wati kuwo u-Yesu, Inene, inene nditi kuni, Ungekabikó u-Abraham, ndikó mna. Ngoko acóla amatye, ukuze amgibisele; wazimela ke u-Yesu, wapuma e-tempileni.

I-CAWA EYANDULELA I-PASIKA.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla Ongunapakade, owati ngokubanda tanda kwako abantu watuma u-Nyana wako u-Msindisi wetu u-Yesu Kristu ukuba azitabatele ubuntu betu, eve ukufa emnqamlezweni, ukuze abantu bonke bawufuze umlinganiso wolulamo lwake olukulu; Yenza ngetafu ukuba nati silufuze unyamezelo lwake olo, size sibe ngabahlulelana naye eluvukweni lwake; ngaye u-Yesu Kristu lowo, i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabakwa-Filipu ii. 5.

YIBANI nalengcinga kuni waye nayo kuye u-Yesu Kristu; yena wati, esebumeni buka-Tixo, akati ukulingana kwake oku no-Tixo kukupanga; usuke wazihlaba, etabate ubume besicaka, enziwe wafana

nabantu; wati ngemo efunyenwe enjengomntu, wazitoba, waba ngolulamileyo wada wesa ekufeni, ukufa ke kwasemnqamlezweni. Kungoko ate u-Tixo wampakamisa kakulu, wampá igama elingapezu kwawo onke amagama; ukuze ngegama lika-Yesu kuguqe amadolo onke, ezinto zasezulwini, nezasemhlabeni, nezangapantsi komhlaba: iti yonke imilomo ixele ukuba u-Yesu Kristu uyi-Nkosi, ukuze kuzukiswe u-Tixo u-Yise.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele xxvii. 1.

KUTE ke kwakusa babunga bonke ababingeleli abakulu namadoda amakulu ohlanga ngaye u-Yesu, ukuba bambulale. Bati bakumbopa, bamrola, bamnikela ku-Pontiyus Pilato i-fuluneli. Waza u-Yudas, lowo wamngcatshayo, ebone ukuba ugwetyiwe, wazohlwaya, wabuyisela kwa kubabingeleli abakulu namadoda amakulu lomaqósha e-silvere amashumi matatu, esiti, Ndonile, kuba ndinikele igazi elingenatyala. Bati ke bona, Iyinto-nina kuti lonto? zibonele wena. Wawapósa pantsi e-tempileni apo lomaqósha e-silvere, wemka waya wazixóma. Kekaloku ababingeleli abakulu bawatabata lomaqósha e-silvere, bati, Akuvumelekile ukuwagalela emkómbeni weminikelo, ngokokuba elinani legazi. Babunga ke, batenga ngawo umhlaba wombumbi, ukuze ube yindawo yokuncwabela abasenzini. Kungoko wabizwayo lomhlaba ngokuba ngumhlaba wegazi, kwada kwanamhla-nje. Kwazaliseka ke okwatetwayo ngo-Yeremiya um-profite, esiti, Bawatabata lomaqósha e-silvere amashumi matatu, inani lalowo wamiselwa inani, abammisela inani onyana baka-Sirayeli, bawafolela umhlaba wombumbi, njengoko yandiyalelayo i-Nkosi. Wema ke u-Yesu pambi kwe-fuluneli, yambuza i-fuluneli, isiti, Unguye na ukumkani wama-Yuda? Wati ke u-Yesu kuye,

Nawe utsho. Kekaloku ekumangalelweni kwake ngababingeleli abakulu namadoda amakulu akapendulanga nto. Aze ati u-Pilato kuye, Akuziva na ukuba zininzi kwazo indawo abazinqinayo ngawe? Akapendula zwi noko lilinye, yada yamangaliswa kakulu i-fuluneli leyo. Kekaloku imitendeleko nge-mitendeleko i-fuluneli ibiqele ukubakululela abantu umbanjwa abe mnye, lowo bebesiti bamfune. Baye ke ngeloxesha benombanjwa odumileyo, ekutiwa ngu-Barabas. Bakubon' ukuba ngoko bahlanganisene, wati kubo u-Pilato, Nitanda ukuba ndinikululele wupina? u-Barabas, u-Yesu ekutiwa ngu-Kristu, kusinina? Kuba ebesazi ukuba bamnikela ngomona. Kwati ehleli esihlalweni sokugweba, umfazi wake watumela kuye, esiti, Uz' ungabi nakuti-ni kulomntu ulilungisa; kuba namhla-nje ndive izinto ezininzi ezinzima epupeni ngenxa yake. Kodwa ababingeleli abakulu namadoda amakulu babeyisele abantu ekutini bacele u-Barabas, bambulale u-Yesu. Yapendula ke i-fuluneli, yati kubo, Nguwupina kwaba bobabini enitanda ukuba ndinikulelele yena? Bati ke bona, Ngu-Barabas. Wati u-Pilato kubo, Ndime-nze nto-nina ke u-Yesu ekutiwa ngu-Kristu? Bati kuye bonke, Makabetelelwe emnqamlezweni. Yati ke i-fuluneli, Kuba enze bubu bunina? Kwaba kukona ke bancamisayo ukunqangaza, besiti, Makabetelelwe emnqamlezweni. Ute ke u-Pilato, akubona ukuba akancedi luto, ebona ukuba sisuke sangakumbi isipitipiti, watabata amanzi, wahlamba izandla pambi kwabantu esiti, Andinatyala egazini lalomntu ulilungisa; ziboneleni nina. Bapendula bonke abantu bati, Igazi lake malibe pezu kwetu napezu kwabantwana betu. Waza wabakululela u-Barabas; wati ke, emtyakatyile u-Yesu, wamnikela ukuba abetelelwe emnqamlezweni. Aza ama-soldati e-fuluneli amtabata u-Yesu, amsa endlwini ye-fuluneli, alihlanganisela

pezu kwake ibuto lawo lipela. Amhluba, amnxiba ingubo ebomvu. Aluka isitsaba ngameva, amti-jize ngaso entloko; abeka nengcongolo esandleni sake sokunene, awa ngamadolo pambi kwake, adlala ngaye, esiti, A, Kumkani wama-Yuda! Amtshicela, ayitabata ingcongolo, ambeta entloko. Ati, akuba edlale ngaye, amhluba ingubo leyo, amambatisa kwa ezake ingubo; amrôla aya kumbetelela emnqamlezweni. Ate ke nxa apumayo afumana umntu wase-Kirene, ogama lingu-Simon, anyanzela lowo ukuba awutwale umnqamlezo wake. Ati akufika endaweni ekutiwa yi-Gologota, oko kukuti, yindawo yokakayi, amnika i-viniga ipitikezwe nenyongo ukuba asele; wati akuyiva akavuma ukuyisela. Ati ke, akumbetelela emnqamlezweni, abelana ngengubo zake, esenza amaqashiso; ukuze kuzaliseke okwatetwa ngumprofite, esiti, Babelana ngengubo zam, benza amaqashiso ngesambato sam. Ahlala pantsi, amlinda kona apo. Babeka ngapezu kwentloko yake ityala lake libaliwe, kwatiwa; LO NGU-YESU UKU-MKANI WAMA-YUDA. Kwaza kwabetelelwa naye emnqamlezweni izihange ezibini, esinye ngasekunene, nesinye ngasekohlo. Bamnyelisa ke bona abadlulayo, behlunguzela intloko zabo, besitsho ukuti, Wena ucita i-tempile, uyake ngentsuku ezintatu, zisindise; ukuba ungu-Nyana ka-Tixo, yihla emnqamlezweni. Ngokukwanjalo ke nababingeleli abakulu bedlala ngaye, benabo ababali namadoda amakulu, bati, Abanye wabasindisa, yena ngokwake akanakuzisindisa. Uku-ba ungu-Kumkani ka-Sirayeli, makehle kaloku nje emnqamlezweni, sokolwa nguye. Watembela ku-Tixo, makamhlangule kaloku-nje, ukuba uyamtanda; kuba wati, Ndingu-Nyana ka-Tixo. Zaye ke nezihange, ezibe zibetelelwe emnqamlezweni naye, zimngcikiva kwa ngokunjalo. Kute ke, kutabatele kwilixa lesitandatu kwada kwesa kwilixa lesitoba,

kwehla ubumnyama pezu kwawo wonke umhlaba. Kekaloku malunga nelixa lesitoba, wadanduluka u-Yesu ngezwi elikulu esitl, *Eli, Eli, lama sabaktani?* oko kukutl, Tixo wam, Tixo wam, undishiye nganina? Inxenye yabe-bemi kōna, yakuva, yatl, Lomntu ubiza u-Eliya. Wesuka wagidima kwa oko omnye kubo, watabata imfunxa, wayizalisa nge-viniga, wayifaka engcongolweni, wamseza. Batē ke bona abanye, Kāuyeke, sibone ukuba u-Eliya uza kumsindisa na. Ute ke u-Yesu, epinde wadanduluka ngezwi elikulu, wawukūpa umoya wake. Lati ikūselo lengewele lafazuka kubini, litabatele pezulu lada lesa pantsi; umhlaba wanyikima, namawa acandeka, namancwāba avuleka, yati nemizimba emininzi yabangewele ababele yavuka; bapuma emanwābeni emveni kokuvuka kwake, banga kuwo umzi ongewele, babonakala kubaninzi. Kekaloku umteteli-kulu, nabo babelinda u-Yesu naye, bakubona ukunyikima oko nezonto zenzekileyo, boyika kakulu, besitl, Inyaniso, lo ebe ngu-Nyana ka-Tixo.

UMVULO OWANDULELA I-PASIKA.

EYE-NCWADANA. U-Yesaya lxiii. 1.

NKGUBANINA lo uza evela kwa-Edom, evela e-Bozra, zibomvu ingubo zake? osambato sika-zimlayo, enyatela ebuminzini bamandla ake? Ndim, mna uteta ngokobulungisa, mna umkulu ukusindisa. Yinina ukuba sibe bomvu isambato sako, nengubo zako zibe njengezoxovula esixovulelweni se-wayine? Isixovulelo ndisixovule ndedwa; ezizweni akubangakō bani unam; ndazixovula ndinomsindo, ndazinyatela ndishushu; igazi lazo lacapazela ingubo zam, ndasidyoba sonke isambato sam. Kuba umhla wempindezelo ubusentliziweni yam, nomnyaka woku-

kūlula kwam ufikile. Ndaβēka, akwabikō mncedi; ndamangaliswa kukuba kungabikō mxāsi; yandisindisela ke ingalo yam, nobushushu bam baba ngumxāsi wam. Ndazigqusha izizwe ndinomsindo, ndazinxilisa ndinobushushu, ndapalaza emhlabeni igazi lazo. Ndiyakukankanya izibele ze-Nkosi, indumiso ze-Nkosi, ngokufanele konke ukusipāta kwe-Nkosi, nokulunga kwayo okukulu kwindlu ka-Sirayeli, eyayipāta ngako ngokwemfesane yayo, nangobuninzi bezibele zayo. Yatl, Inene bangabantu bam, abantwana abangayikuxoka; waba ngumsindisi wabo ke. Ekubandezelekeni kwabo konke wabandezeleka naye, ne-ngelosi yobuso bake yabasindisa; ekubandleni kwake nasekubasizeni kwake wayebakūlula, wabafunqula, wabatwala yonke imihla yakudala. Ke bona bawupikisa bawudanisa umoya wake oyingewele; waza waguquka waba lutshaba kubo, walwa nabo. Baza abantu bake bakūmbula imihla yakudala ka-Moses, batl, Upina lowo wabanyusa elwandle udawonye nomalūsi womhlambi wake? Upina lowo wawubeka pakati kwake umoya wobungewele bake? Wayihambisa ngasekunene kuka-Moses ingalo yake edumileyo? wawacanda amanzi pambi kwabo, ukuze azenzele igama elingunapakade? Wabahambisa ezinzulwini njengehashe entlango, abakūbeka? Njengenkomo ezihla ziye entilini, umoya we-Nkosi wabapunza; wenje njalo ukubakokela abantu bako, ukuze uzenzele i-Gama elidumileyo. Bēka usezulwini, ubone usendaweni yobungewele bako neyobuqaqauli bako; bupina ubukwēle bako nezenzo zako ezikulu? ukuvuta kombilini wako nezibele zako zibambekile kum. Kuba ungu-Bawo wena, nakuba u-Abraham engasazi, no-Sirayeli engazani nati; wena, Nkosi, ungu-Bawo, u-Mkūluli wetu kwasepakadeni li-Gama lako. Nkosi, yinina ukuba usenze silahlekane nendlela zako, uyenze lukuni intliziyo yetu, size singakoyiki? Buya

ngenxa yezicaka zako, izizwe zelifa lako. Abantu bako abangewele badla ilifa umzuzwana omncinane; ababandezeli betu bayigqusha ingewele yako; sisuke saba njengabo ungabalaulanga kwasepakadeni, alabizwa i-Gama lako pezu kwabo.

I-VANGELI. U-Marko Ongewele xiv. 1.

KEKALOKU bekuzakubakò umtendeleko wepasika nezonka ezingenagwele emva kwentsuku ezimbini: baye ke ababingeleli abakulu nababáli befuna ukuba bangati-nina ukumbamba ngenkohliso, bambulale. Babesitl ke, Makungabi kóna ngomtendeleko, hleze kubekò isipitipiti sabantu. Kute ese-Betani endlwini ka-Simon owaye neqénqa, ehleli esidla, kweza umfazi enehlala linamafuta e-nadusi exabiso likulu, waliqékeza ke ihlala elo, wamgalela ngawo entloko. Kwaye ke kukò abacapukayo pakati kwabo, besitl, Kwenzelwe nina okukucitwa kwamafuta? Kuba lamafuta bekungatengiswayo ngawo ngenani elingapezu kwe-denariyo ezimakulu matatu, kupiwe amahlwempu; basuka bamfořela. Uté ke u-Yesu, Myekeni; nimkatazela nina? usebenze umsebenzi omhle kum; kuba amahlwempu lawo nihleli ninawo, nize nxa sukuba nitanda nibe nako ukuwenzela okulungileyo; ke mna anihleli ninam. Yena ukwenzile oko abenako, upänge weza wawutambisela ukuncwatywa umzimba wam. Inene nditl kuni, Apo zite zavaaliswa kóna ezindaba zilungileyo kuwo wonke umhlaba, iyakuxelwa nayo lento ayenzileyo yena, ibe sisikumbuzo ngaye. U-Yudas Sikariyoti, omnye kwabeshumi elinababini, wesuka waya kubabingeleli abakulu, ukuba amnikele kubo. Bati ke bona bakuva bavuya; bambeka ngedinga lokumnika imali. Wayefuna ukuba angatini-nina ukumnikela ngexesha elimlungelayo. Kekaloku

ngowokuqala umhla wezonka ezingenagwele, xa beku-bingelelwa imvana ye-pasika, bati kuye abafundi bake, Unga singaya kulungisa pina, ukuze uyidle i-pasika? Wesusa babini kubafundi bake, watl kubo, Hambani niye kuwo umzi, nohlangana nomntu etwele umpánda wamanzi, mlandeleni; apo ate wangenena kóna, niti kumnini-ndlu, Utl u-Mfundisi, I-pina indlu yabahambi, apo ndingayidlela kóna i-pasika nabafundi bam? Yena wonibonisa igumbi elipezulu elikulu landlelwe lalungiswa; silungiseleleni apo. Bapuma abafundi bake abo baya kungena kuwo umzi, bafumana kunjengoko wayebaxelele, bayilungisa i-pasika. Utl kwakuhlwa eze nabalishumi elinababini. Bakubon'ukuba bahleli, besidla, watl u-Yesu, Inene nditl kuni, omnye kuni apa uyakundinikela, lowo ke udla nam. Baqala ke ukuba buhlungu, nokutl kuye ngabanye, Ingaba ndim yinina? nomnye watl, Ingaba ndim yinina? Upendule ke watl kubo, Ngomnye kwabeshumi elinababini, lowo ke uti nxu nam esityeni. U-Nyana womntu uyemka okunene, njengoko kubálwe ngaye; yehá ke lomntu, u-Nyana womntu anikelwa nguye, ngekumlungele ukuba ebengazalwanga lomntu. Kute, besidla, u-Yesu watabata isonka, wasikelela, waqékeza, wabanika, watl, Tabatani nidle, ngumzimba wam lo. Wayitabata nendebe, wabulela, wabanika; basela kuyo bonke. Watl kubo, Ligazi lam eli lomnqopiso omtsha elipalalele abaninzi. Inene nditl kuni, Andisayikubuya ndisele kwisiqámo som-diliya, kude kube yilomini ndisisela sisitsha ebukumkanini buka-Tixo. Bakuba bevimile indumiso, bapuma baya entabeni yemi-Nquma. Watl kubo u-Yesu, Nonke niyakukúbeka kum ngobubusuku; ngokuba kubáliwe kwatlwá, Ndiyakubeta umalúsi, zicítacítwe izimvu. Ke emveni kokuvuka kwam, ndiyakunandulela ndiye e-Galili. Watl ke u-Petros kuye, Nokuba bayakukú-

beke bonke, mna nakanye. Wati u-Yesu kuye, Inene nditi kuwe, namhla-nje, ngobubusuku, ingekalili kabini inkuku, uyakundikanye katatu. Kwaba kukona wateta wancamisa, esiti, Ndingafanelana ndimelwe kukufa nawe, andingeki ndikukanye. Batsho ke bonke. Bafika kumhlatyana ogama liyi-Getsemane. Wati kubafundi baka, Hlalani pantsi apa logama nditandazayo. Atabate naye u-Petros no-Yakobi no-Yohane. Waqala ukukatazeka nokudandateka kakulu. Wati kubo, Umpefumlo wam ubuhlungu kakulu ngokokude ube sekufeni; hlalani apa nilinde. Ehambele pambili umganyana, wawa emhlabeni, watandazela ukuba kunokwenzeka lidlule kuye ilixa elo. Wayesiti, Abba, Bawo, zonke izinto zinokwenzeka kuwe; yigqitise kum lendebe; noko ke makungabi kokutandwa ndim, makube kokutandwa nguwe. Alike, abafumane belele; ati ku-Petros, Simon, ulele na? ubungenakulinda noko lilinye na ilixa? Lindani, nitandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni: umoya okunene unentumekelelo, ke wona umzimba utambile. Wabuya wemka, watandaza eteta kwa lona elozwi. Ute, akubuya, wabafumana bebuye balala; kuba amehlo abo ayenzima butongo; baye bengazi into abangampendula yona. Alike okwesitatu, ati kubo, Lalani ngoku nipumle; kwanele yabonani u-Nyana womntu uyanikelwa ezandleni zaboni. Vukani, sihambe; yabonani, lowo undinikelayo usondele. Kwa oko, esateta, kufika u-Yudas owaye ngoweshumi elinababini, enesihlwele esikulu, sinamarele nentonga, sisuka kubo ababingeleli abakulu nakubabali nakuwo amadoda amakulu. Kekaloku lowo umnikelayo wayebanike umqondiso, esiti, Lowo ndite ndamanga, nguye; mbambeni, nimtote nimqabisile. Efikile, uye kuye kwa oko, wati, Mfundisi, Mfundisi; wamanga. Bamsa ke izandla, bambamba. Ute ke omnye wabo bebemi

kona watola irele, wamxabela umkonzi wombingeleli omkulu, wamnqumla indlebe. Wapendula u-Yesu wati kubo, Nipumele ukuza kubamba mna na ninamarele nentonga nje, nanga nipumele isihange? Bendikuni imihla ngemihla e-tempileni ndifundisa, anandibamba; kodwa kunje ukuze zizaliseke izi-Balo. Bamshiya bonke, babaleka. Wayelandelwa yindodana etile, eyambete i-linen entle emzimbeni; ayibambe ke amadodana. Ite yayilahla i-linen entle leyo, yabaleka kubo izé. Bamfolela u-Yesu kumbingeleli omkulu, babutelana kuye bonke ababingeleli abakulu namadoda amakulu nababali. Waza u-Petros wamlandela, ebekele kude, wada waya ngapakati entendelezweni yendlu yombingeleli omkulu; waye ehleli pantsi ndawonye nama-dindala esota emlilweni. Baye ke ababingeleli abakulu, nayo intlanganiso yamatyala ipélele, befuna ubunqina ngaye u-Yesu bokuze bambulalise; bengabufumani. Kuba babe baninzi ababunqina ubuxoki ngaye, baye ubunqina babo bungayelelani. Basuka abatile banqina ubuxoki ngaye, besiti, Tina samva yena esiti, Mna ndiyakuyicita le-tempile yenziweyo ngezandla, ndize ngentsuku ezintatu ndaké enye engenziwe ngazandla. Baye bungayelelani kwa ngokunjalo nobabo ubunqina. Wesuka umbingeleli omkulu wema pakati, wambuza u-Yesu, esiti, Akupenduli nento le na? banqina ntonina aba ngawe? Wahhala ke yena wati-tu, akapendula nento. Wabuya umbingeleli omkulu wambuza wati kuye, Unguye na u-Kristu, u-Nyana w-Odumisekayo? Ute ke u-Yesu, Ndinguye; niyakumbona nokumbona u-Nyana womntu ehleli ngasekunene kwamandla, esiza namafu ezulu. Asuke ke umbingeleli omkulu azifazule ingubo zake, ati, Sisawafunela-nina amanqina? Nikuvile ukunyelisa; kunjani kuni nina? Bamgweba ke bonke ukuba unetyala lokuba afe. Yaqala inxenye ukumtshicela, nokumgqubutela ubuso,

nokumntlita, nokuti kuye, Profita; aye amadindala emtywaraza. Kuti ke, u-Petros esentendelezweni ngezantsi, kuze omnye umkonzazana wombingeleli omkulu, ambone u-Petros esota, ondele kuye, ati, Nawe ubunaye u-Yesu wase-Nazarete. Wakányela ke esiti, Andiyazi, andiyiqondi kanye into oyite-tayo wena. Wapuma waya pandle kwengapambili intendezezo. Yalila ke inkuku. Umkonzazana ubuye wambona, waqala ukuti kwabo babemi kóna, Lo ngowakubo. Wapinda ke wakányela. Kute kwakuba mzuzwana, babuya abo babemi kóna, bati ku-Petros, Inyaniso ungowakubo; kuba ungowase-Galili, noku-teta kwako kuyafana nokwabo. Waqala ke ukushwabula nokufunga, esiti, Andimazi lomntu nimtayo. Yalila okwesibini inkuku. Walikúmbula ke u-Petros ilizwi abelitetile u-Yesu kuye, lokuti, Ingekalili inkuku kabini, uyakundikányela katatu. Wati akucinga, walila.

OLWESIBINI OLWANDULELA I-PASIKA.

EYE-NCWADANA. U-Yesaya l. 5.

INKOSI u-Tixo indivule indlebe; ke mna andenza wam kubabeti, nezidlele zam kubadlatuli bendevu, andibusitelisanga ubuso bam ekuhlazweni nasekutshicelweni. Ke i-Nkosi u-Tixo iyakundinceda; ngenxa yoko andihlazekanga; ngenxa yoko ndabenza ubuso bam banjengeliteye, ndazi ukuba andiyikudana. Usondele ondigwebelayo; ngubanina oyakubambana nam? masime ndaweni nye; ngubanina ummangaleli wam? makafike kum. Uyabona, i-Nkosi u-Tixo iyakundinceda; ngubanina yena oyakundigweba? yabona, bonke bepéla bayakonakala nje ngengubo, amanundu ayakubadla. Ngubanina kuni

oyoyika i-Nkosi? opulapula izwi lesicaka sayo? ohamba ebumnyameni kungabi mhlope kuye, makate-mbele egameni le-Nkosi, ayame ku-Tixo wake. Yabonani nonke nina nipemba umlilo, nizingqonge ngezikuni, hambani elangatyeni lomlilo wenu nasezinkunini enizivutisileyo. Ke esandleni sam nantsi into eniyakuyizuza, niyakulala pantsi ninembulaleko.

I-VANGELI. U-Marko Ongcwele xv. 1.

BATI, kwa oko kwakusa, ababingeleli abakulu benza ibúnga ndawonye namadoda amakulu nababáli nentlanganiso yamatyala ipélele; bambopa u-Yesu, bemka naye, bamnikela ku-Pilato. U-Pilato wambuza esiti, Unguye na u-Kumkani wama-Yuda? Wapendula ke yena wati kuye, Nawe utsho. Baye ke ababingeleli abakulu bemngalela ngendawo ezininzi. Wabuya ke u-Pilato wambuza, esiti, Akupenduli nento na? kangela ukuba zininzi kwazo indawo abazinqina ngawe. Noko ke u-Yesu akabanga sapendula nto yena, ngokokude amangaliswe u-Pilato. Kekaloku imitendeleko ngemitendeleko ubeqéle ukubakúlulela umbanjwa abe mnye abasukuba bemcela. Kwaye kukò ke obekutiwa ngu-Barabas, eboshwe ndawonye nabanye abenzi besaqqunge, ababulalayo nokubulala esaqungeni apo. Sanqangaza isihlwele, saqala ukucela, ukuba enze ngoko abehlal' esenza ngako kubo. Wabapendula ke u-Pilato esiti, Nitanda ukuba ndinikúlulele u-Kumkani wama-Yuda na? Kuba ebesazi akuba ababingeleli abakulu bamnikela ngomona. Ke bona ababingeleli abakulu babavusa abantu, ukuba bacele ukuba kanye abakúlulele u-Barabas. Wabuya wapendula ke u-Pilato, wati kubo, Ninga ndingamenza-nina ngoko lowo nití ngu-Kumkani wama-Yuda? Babuya ke banqangaza bati, Mbetelele emnqamlezweni! Wati ke u-Pilato

kubo, Kuba enze bubu bunina? Kwaba kungona ke bancamisayo ukunqangaza, besiti, Mbetelele emnqamlezweni! Kekaloku, u-Pilato ngokunga angasitomalalisa isihlewe wabakululela u-Barabas, emtyakatyile ke u-Yesu wamnikela ukuba abetelele emnqamlezweni. Ama-soldati amrolela ngapakati kwentendezezo endlwini ye-fuluneli; alibizela ndawonye ibuto lawo lipela; amambatisa ngebomvu; aluka isitsaba sameva, amti-jize ngaso. Aqale ukumbulisa, ati, A, Kumkani wama-Yuda! Ayembeta entloko ngengecongolo; ayemtshicela; ayeguqa ngamadolo, aqubude kuye. Ati, akuba edlale ngaye, amhluba ebomvu, amambatisa kwa ezake ingubo, amrolela pandle ukuze ambetelele emnqamlezweni. Anyanzela umhambi otile, u-Simon wase-Kirene, evela emapandleni, uyise ka-Alesandire no-Rufo, ukuba awutwale umnqamlezo wake. Amzise endaweni ye-Gologota, oko kukuti ngenteto evakalayo, Yindawo yokakayi. Ayemnika i-wayine ene-more ukuba ayisele; kodwa akayamkelanga. Ati akumbetelela emnqamlezweni, abelana ngengubo zake, esenza amaqashiso ngazo, ukuba ulowo atabate nto-nina. Kekaloku laye ililixa lesitatu, abambetelela ngalo emnqamlezweni. Waye umbalo wetyala lake ubalwe ngapezulu, kwatiwa, UKUMKANI WAMA-YUDA. Kwaye kubetelele emnqamlezweni naye izihange zizibini, esinye ngasekunene, nesinye ngasekohlo kwake. Sazaliseka ke esosi-Balo siti, Wabalelwa kwabacasi-nteto. Baye abadlulayo bemnyelisa, behlunguzela intloko zabo besiti, Uha! wena uchta i-tempile, uyake ngentsuku ezintatu, zisindise, uhle emnqamlezweni. Ngokukwanjalo nababingeleli abakulu bedlala ngaye pakati kwabo, benababali, babesiti, Abanye wabasindisa, yena ngokwake akanakuzisindisa. U-Kristu u-Kumkani wakwa-Sirayeli makehle kaloku-nje emnqamlezweni, ukuze sibone

sikolwe. Baye nabo babetelele emnqamlezweni kunye naye bemngcikiva. Kekaloku lakuba lilixa lesitandatu, kwehla ubumnyama pezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwalilixa lesitoba. Ngalo ilixa lesitoba wadanduluka u-Yesu ngezwi elikulu, esiti, *Eloyi, Eloyi, lama sabaktani?* oko kukuti ngenteto evakalayo, Tixo wam, Tixo wam, undishiyele nina? Inxenye yabebemi kona yakuva yati, Yabonani, ubiza u-Eliya. Wagidima ke omnye, wazalisa imfunxa nge-viniga, wayifaka engecongolweni, wamseza, esiti, Kanenze kuhle, kesibone ukuba u-Eliya woza kumtula na. Wati ke u-Yesu, ekuphe izwi elikulu, wapuma umpefumlo. Lati ikuselo lengewe le lafazuka kubini, litabatela pezulu, lesa pantsi. Ebonile ke umteteli-kulu obemi malunga naye, ukuba wenjenjalo ukudanduluka, wapuma umpefumlo, uté, Inyaniso lomntu ube ngu-Nyana ka-Tixo.

OLWESITATU OLWANDULELA I-PASIKA.

I-NCWADANA. Kuma-Hebere ix. 16.

APO kukoyo umnqopiso womyoleli, kufuneka ukuba kucace ukufa kwalowo unqopisileyo; kuba umnqopiso uqiniseka bakuba befile, ekubeni ungaze ube namandla xenikweni asadla ubomi lowo unqopisileyo. Ekute ngoko nowokuqala awasungulwa kungeko gazi. Kuba kute wakuba umteto wonke uxeliwe ngu-Moses ebantwini bonke ngokomyalo, walitabata igazi lamatole nele-bokwe ndawonye namanzi noboya obubomvu ne-hisope, wafefa incwadi ngokwayo kwa nabantu bonke, esiti, Eli ligazi lawo umnqopiso aniwisele umteto ngawo u-Tixo. Ner-tente ke nazo zonke impahla zombuso wazifefa ngokunjalo ngegazi. Kananjalo ngokomteto ndingade nditi inkoliso yezinto zonke zihlanjululwa ngegazi; kungapalalanga gazi, akubiko

kuxolelwa. Kwafuneka ngoko, ukuba okunene izizekelo zezinto ezisezulwini zihlanjululwe ngento ezinjalo, kodwa zona izinto ngokwazo zasezulwini zihlanjululwe ngamadini alungileyo kunalawo. Kuba u-Kristu akangenanga engcweleni enokwenziwa ngezandla, engumfuziselo weyinyaniso; ungene kulo izulu ngokwalo, ukuba abonakale ngoku ebusweni buka-Tixo ngenxa yetu. Kanjalo akangenanga ukuze azinikele futi, njengokuba umbingeleli omkulu engena kweyona ngeweke iminyaka ngeminyaka enegazi lenye into; okanye ange emelwe kukuba eve ubunzima futi kuse-loko wasekwayo umhlaba. Ke, ute ngoku, ekupeleni kwawo amapakade, wabonakaliswa kwaba kanye, ukuba atshabalalise isono ngokuzenza idini. Ke, kwa njengokuba abantu bamiselwe ukuba bafe kube kanye, ize ke emveni koko ibe ngumgwebo, ngokunjalo u-Kristu wanikelwa kwaba kanye, ukuba azitwale izono zabaninzi; uyakuti okwesibini ngapandle kwesono abonakale kwabo bamlindileyo, ezisa usindiso.

I-VANGELI. U-Luka Ongeweke xxii. 1.

KEKALOKU wawusondela umtendeleko wezonka ezingenagwele ekutiwa yi-pasika. Baye ababingeleli abakulu nababali befuna ukuba bangati-nina ukumbulala, kuba bebesoyika abantu. Wangena ke u-Satana ku-Yudas, okutiwa ngu-Sikariyoti, obengowenani labalishumi elinababini. Wemka, waya wate-ta nababingeleli abakulu nabapati be-tempile, ukuba angati-nina ukumnikela kubo. Bavuya, banqopisana naye ukumnika imali. Wabavumela, wayefuna ituba elimlungeleyo lokumnikela kubo kungekó bantu. Wafika ke umhla wezonka ezingenagwele, ekwakumele ukuti ngawo kubingwe imvana ye-pasika. Wesusa u-Petros no-Yohane, wati, Hambani niye kusilungisela i-pasika, ukuze sidle. Baté ke bona kuye, Ufuna

ukuba siyilungise pina? Uté ke yena kubo, Yabonani, nakungena kuwo umzi lo nohlangana nomntu etwele umpánda wamanzi; mlandeleni, niye endlwini angena kuyo. Noti kumnini-ndlu, Uti u-Mfundisi kuwe, Lipina igumbi labahambi, apo ndingadlela kóna i-pasika nabafundi bam? Kwa yena wonibonisa igumbi elipezulu elikulu landlelwe, lungisani apo ke. Bemka ke bafumana kunjengoko ebetshilo kubo, bayilungisa i-pasika. Ute lakufika ilixa wahlala pantsi naba-postile abalishumi elinababini kunye naye. Wati kubo, Asikukó nokuba ndingwenile ukuyidla nani le-pasika ndingekabuva ubunzima. Kuba nditi kuni, Andiyikubuya ndibe sadla kuyo, ide izaliseke ebukumkani buka-Tixo. Wamkela indebe, wabulela, wati, Yitabateni nabelane ngayo. Kuba nditi kuni, Andisayikusela kwisiqámo som-diliya bude bufike ubukumkani buka-Tixo. Watabata isonka, wati akubulela, waqékeza, wabanika, esiti, Ngumzimba wam lo, onikelwa ngenxa yenu; oku kwenzeleni ukukunjulwa kwam. Kwa ngokunjalo nayo indebe wayitabata kwakukov' ukudliwa, esiti, Lendebe ingumnqopiso omtsha osegazini lam, elipalalela nina. Kodwa niyabona, isandla sondinikelayo sinam e-tafileni apa. U-Nyana womntu okunene uyemka njengoko kumisiweyo, kodwa ke yehá lomntu angatshwa nguye! Baqala bona ukubuzana pakati kwabo, ukuba ingaba ke ngu-wupina kubo oza kuyenza lento. Kekaloku kwabakó nokubangisana pakati kwabo, kokuti ngu-wupina kubo ekungatiwa ngomkulu. Uté ke yena kubo, Okumkani be-Ntlanga bayazipáta ngobukosi; kwa nabo benza ngegunya kuzo kutiwa ngabancedi. Ke nina zeningabi njalo; omkulu kuni makabe njengomncinane, nongumpáti makabe njengomkonzi. Kuba ngu-wupina omkulu, ngulowo uhleli ekutyeni, ngulowo ulungiselelayo kusinina? asingulowo uhleli ekutyeni na? ke mna pakati kwenu ndinjengomkonzi. Nina

ke ningabo basoloko behleli nam ekulingweni kwam. Nam ndinimisela ubukumkani, njengokuba u-Bawo endimisele mna : ukuze nidle nisele e-tafileni yam ebukumkanini bam, nihlale ezihlalweni zobukosi, nigweba izizwe ezilishumi elinazibini zakwa-Sirayeli. Ité ke i-Nkosi, Simon, Simon, uyabona, u-Satana ubenibanga, ukuba anele njengenqólowa. Ke mna ndikúngile ngawe, ukuba ukólo lwako lungapéli ; nawe ke xa ubuye wabuya, uz' ubazimase abazalwana bako. Wati ke yena kuyo, Nkosi, sendikulungele ukuya nawe nasentolongweni nasekufeni. Ité ke yona, Ndití kuwe, Petros, ayisayikulile namhla-nje inkuku, ungekakányeli katatu ukuba uyandazi. Yati kubo, Okuya ndanituma ningenanxowa yamali, nanxowa yampako, nazihlangu, kénaswela nto na ? Batí ke bona, Nento le. Ité ke kubo, Kungoku nje lowo unenxowa yemali makayitabate, enjenjalo nonenxowa yompako ; nalowo usweleyo makatengise ngengubo yake, atenge ifele. Kuba ndití kuni, Okubá-lweyo kusamele ukufezeka kum, kóna oku : Wabalwa nabacási-mteto ; kuba kananjalo izinto ezingam zinemfezeko. Batí ke bona, Nkosi, uyabona, nanga amafele emabini. Ité ke yona kubo, Kwanele. Upumile ke waya ngokwesiko lake entabeni yemi-Nquma, bamlandela ke nabafundi bake. Efikile ke kulondawo, wati kubo, Tandazani ningangeni ekuhendweni. Wazishenxisa kuborungama ongangokugibisela ilitye, waguqa ngamadolo, watandaza, esití, Bawo, ukuba uyavuma, mayidlule lendebe kum ; kodwa makungabi kutanda kwam, makube kokwako okwenzekayo. Kwabonakala ke kuye i-ngelosi ivela ezulwini, imomeleza. Ute ke esindwa kukoyika, kwaba kukóna atandaza enyamekile, kwati ke ukubila kwake kwanga kungamatontsi amakulu egazi esiwa emhlabeni. Wavuka ekutandazeni, weza kubafundi bake, wabafumana balele ngokuba buhlungu bentliziyo. Wati

kubo, Yinina ukuba nilale ? Vukani nitandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni. Kekaloku, esateta, kwavela into eninzi yabantu, waye nalowo kutlwa ngu-Yudas, omnye weshumi elinababini, ehamba pambi kwabo, wasondela ku-Yesu, eza kumanga. Uté ke u-Yesu kuye, Yudas, umnikela u-Nyana womntu ngokumanga na ? Kekaloku abo bebempahlile, bakukubona okuza kuhla, batí kuye, Nkosi, sixabele na ngefele ? Omnye kubo abo wamxabela umkonzi wombingeleli omkulu, wamngamla indlebe yokunene. Wapendula ke u-Yesu wati, Yekani, kwanele. Wayicúkumisa indlebe yake, wampilisa. Uté ke u-Yesu kwabo bebemfikele, ababingeleli abakulu nabapáti be-tempile namadoda amakulu, Nipume ninamafele nentonga na nanga nize esibangeni ? Bendingani imihla ngemihla e-tempileni, anolula zandla ngakum ; kambe eli lilixa lenu negunya lobumnyama. Bem-bambile ke bamfola, bamsa endlwini yombingeleli omkulu, waye ke u-Petros ciandela ekude. Kekaloku bakuba bebase umlilo pakati kwentendezezo, behleli pantsi ndawonye, wahlala u-Petros pakati kwabo. Ke umkonzazana embonile ehleli ngasembandezini, wamjonga wati, Naló ube naye. Wamkányela ke yena, esití, Nkazanandini, andimazi. Kwakuba mzu-zwana, omnye wambona, wati, Nawe ungowakubo. Wati ke u-Petros, Mntundini, andinguye. Kwakuba kubambe ilixa ngati linye, omnye uqinisele wati, Inyaniso naló ube naye ; kuba ukwangowase-Galili. Uté ke u-Petros, Mntundini, andiyazi into oyitetayo. Kute kwa ngoko esateta, yalila inkuku. Yajika i-Nkosi, yondela ku-Petros. Walikumbula u-Petros ilizwi le-Nkosi, njengoko ibité kuye, Ingekalili inkuku, uyakundikányela katatu. Waza u-Petros epume pandle walila ngokufana. Aye amadoda ambambileyo u-Yesu edlala ngaye, emtyakatya ; ate akuba emgqubutele, ambeta ebusweni, ambuza, esití,

Profita; ngubanina lo ukubetileyo? Ayemetetela nezinye izinto ezininzi, enyelisa. Kute kwakusa yahlanganisana intlanganisano yamadoda amakulu abantu, nababingeleli abakulu kwa nababali, bamro-lela entlanganisweni yabo yamatyala, besiti, Ukuba unguye u-Kristu wena, sixelele. Uté ke yena kubo, Ukuba ndite ndanixelele, anisayikukólwa; nokuba ndite ndanibuza, anisayikundipendula, anisayikundi-kúlula. Etabatela kwelixa u-Nyana womntu uyakuba ehleli ekunene kwamandla ka-Tixo. Bati ke bonke, Unguye na ke wena u-Nyana ka-Tixo? Uté ke yena kubo, Nani niti ndinguye. Bati ke bona, Sisabufunela-nina ubunqina? kuba tina ngokwetu sivile ngomlomo wake.

OLWESINE OLWANDULELA I-PASIKA.

I-NCWADANA. 1 Kwabase-Korinte xi. 17.

KEKALOKU, ndinitetela lendawo nje, andinincomi; ukuba ukuhlanguka kwenu ndawonye akusingisi kokóna kulungileyo, kusingisa kokóna kubi. Kuba kuqala ke, nakuba nihlangene e-kerikeni, ndiyeva ukuba kukó izahlukahlukano pakati kwenu; nditi ke fan' ukuba zikó. Kuba kumele ukubakó izahlukano pakati kwenu, ukuze abacikidekileyo babonakale pakati kwenu. Xenikweni ngoko nite nahlangana ndawonye, asikuko ukuba nidle isidlo se-Nkosi; kuba ekudleni kwenu elowo udla esake isidlo, uqala adle bengekafiki abanye, aze omnye alambe, omnye anxile. Kanene aninazindlu zokudlela nokusela? okanye nidlela i-kerike ka-Tixo na, nibadanisa nje abangenazo? Nditl-nina kuni? Ndinincome na kulento? Andinincomi. Kuba mna ndakwamkela kuyo i-Nkosi oko ndikunikeleyo kuni, okokuba i-Nkosi u-Yesu ngobobusuku yayinikelwa ngabo, yatabata

isonka, yaza yakuba ibulele, yasiqékeza, yati, Tabatani, nidle, ngumzimba wam lo, owapúlelwa nina; oku kwenzeleni ukukúnjulwa kwam. Kwa ngokunjalo yatabata nayo indebe, emveni kokuba kudliwe, isiti, Lendebe ingumnqopiso omtsha osegazini lam; ngamaxesha onke enisukuba niyisela, oku kwenzeleni ukukúnjulwa kwam. Kuba ngamaxesha onke enisukuba nisidla esosonka, niyisele londebe, niyakuxela ukufa kwe-Nkosi, ide ifike. Ngoko ke osukuba esidla esosonka, ayisele indebe ye-Nkosi ngokungafanelekileyo, woba netyala lomzimba negazi le-Nkosi. Makazicikide ke ngokwake umntu, aze ngokunjalo adle kwisonka eso, asele kwindebe leyo. Kuba lowo udlayo uselayo ngokungafanelekileyo uzidlela aziselele isigwebo, engawucaluli nje umzimba we-Nkosi. Ngenxa yoku baninzi pakati kwenu abaswel' amandla nabayimilwelwe, bakó nabalele ukufa. Kuba xa besizigweba, ngesiba asigwetywa. Sigwetywa nje ke, siyaqeqeshwa yi-Nkosi, ukuze singasingelwa pantsi nomhlaba. Ngoko ke, bazalwana bam, xa nihlangana ndawonye ukuba nidle, lindanani. Ukuba ke ulambile ubani, makadle ekáya, ukuze ningahlanganeli ukugwetywa. Eziselelo ke indawo ndozilungisa, xa ndite ndafika.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xxiii. 1.

YESUKA yonke inkita yabo, yamsa ku-Pilato. Baqala ke ukummangalela besiti, Simfumene lo elulahlekisa uhlanga, engavumi ukuba kunikelwe ifafu ku-Kesare, esiti, Ungu-Kristu u-Kumkani yena ngokwake. U-Pilato wambuza ke, esiti, Unguye na u-Kumkani wama-Yuda? Umpendule ke yena, wati, Nawe utsho. Uté ke u-Pilato kubabingeleli abakulu nabantu, Andifumani tyala kulomntu. Kwaba kukóna ke bajokisayo, besiti, Uvusa abantu, efundisa

kuyo yonke i-Yudeya, eqalele e-Galili, wada wezisa apa, Kekaloku u-Pilato akuya kukankanywa i-Galili, wabuza ukuba umntu lo ngowase-Galili na? Wati, akuqonda ukuba ngowasebukosini buka-Herode, wamtumela ku-Herode, obese-Yerusalem naye ngalomihla. Kekaloku u-Herode, akumbona u-Yesu, wavuya kunene; kuba bekumzuzu etanda ukumbona, ngenxa yokuba ebeve kutetwa izinto ezininzi ngaye; kanjalo wayetembe ukubona umqondiso usenziwa nguye. Wayembuza ke ngamazwi amaninzi; ke yena akampendulanga nento. Bema ke ababingeleli abakulu nababáli, bemngalela kabukáli. U-Herode ke kwa nempi yake wamenza into engento, wadlala ngaye. wamambatisa ingubo eqaqambileyo, wamtumela ku-Pilato. Ngalomini baba zihlolo ke u-Pilato no-Herode; kuba ngenx' engapambili bebe nobutshaba pakati kwabo. Kekaloku u-Pilato, ebabizele ndawonye ababingeleli abakulu, nabapáti, nabantu, wati kubo, Nizisa kum lomntu ngati ngopambukisa abantu; niyabona ke, ndimncinile mna emehlweni enu, andafumana tyala kulomntu kwezonto nimmngalele ngazo; kwa no-Herode; kuba ndanitumela kuye, nanku ke kungekò nto ifanelwe kukufa yenziwe nguye. Ndoti ke ngoko ndakumbeta ndimkúlule. Kekaloku ubemelwe kukuti abakúlulele umbanjwa abe mnye imitendeleko ngemitendeleko. Banqangaza ke ngokupéla kwabo, besiti, Msuse lo, usikúlulele u-Barabas, owayete ngenxa yesaqunge esitile esibe senziwe pakati komzi, kwa nokubulala, wapóswa entolongweni. Wapinda ngoko u-Pilato wateta nabo efuna ukumkúlula u-Yesu. Ke bona banqangaza, besiti, Betelela emnqamlezweni, mbetelele emnqamlezweni. Uté ke yena okwesitatu kubo, Kuba enze bubi bunina lo? Andifumananga tyala lakufa kuye; ndoti ngoko ndakumbeta ndimkúlule. Bamxina ke bona ngezwi elikulu, becela ukuba abetelelwe emnqamle-

zweni; aza ke eyisa amazwi abo nawababingeleli abakulu. Usume ke u-Pilato wagweba ngeliti, mase-nziwe isicelo sabo. Wabakúlulela ke owayete ngenxa yesaqunge nokubulala wapóswa entolongweni; wamnikela ekutandeni kwabo u-Yesu. Kute ke, nxa bamrolayo, babamba u-Simon, umntu wase-Kirene, obevela emapandleni; bawubeka pezu kwake umnqamlezo, ukuba awutwale emva ko-Yesu. Wayelandelwa ke yinkita eninzi yabantu, neyabafazi ababemmbambazelela bemlilela. Wabéka ke kubo u-Yesu, wati, Zintombi zase-Yerusalem, musani ukundililela mna; kanye zilileleni nina, nabantwana benu; ngokuba, yabonani, kuza imihla, abayakuti ngayo, Banetamsanqa abazindlolo, nezizalo ezingazalanga, namabele angányisanga. Oko bayakuqala bati ezintabeni, Siweleni; nasezindulini, Sigubungeleni. Ngokuba ukuba benza ezizinto komanzi umti, kuyakuba njanina kowomileyo? Kekaloku babelela abanye, bebabini, bengabenzi bobubi, beya kubulawa kunye naye. Bati ke bakufika kwindawo le kutlwa, Lukakayi, bambetelela emnqamlezweni kón' apo, kwa nabenzi bobubi abo, omnye ngasekunene, omnye ngasekohlo. Wati ke u-Yesu, Bawo, baxolele; kuba abayazi into abayenzayo. Bati ke babelana ngengubo zake besenza amaqashiso. Baye bemi abantu bebomela. Babemsinekela ke nabapáti *bama-Yuda* kunye nabo, besiti, Wabasindisa abanye; makazisindise, ukuba lo ungye u-Kristu umnyulwa ka-Tixo. Ayedlala ngaye ke nama-soldati, esiza emnika i-viniga, esiti, Ukuba wena ungye u-Kumkani wama-Yuda, zisindise. Kwaye ke kubálwe nombálo ngapezu kwake ngamagama esi-Grike nesi-Roma nesi-Hebere, *kwalwa*, LO NGUKUMKANI WAMA-YUDA. Kekaloku omnye wabenzi bobubi ababexonyiwe wayemnyelisa, esiti, Ukuba wena ungye u-Kristu, zisindise, *usisindise* nati. Wapendula ke omnye,

wamkalimela, esiti, Akumoyiki na wena u-Tixo, ukwakokukugwetywa nje? Tina ke okunene sigwetywe ngobulungisa, kuba samkela okufanele esakwenzayo; kodwa yena lo akenzanga nto ingendawo. Wati ku-Yesu, Uz'undikumbule, Nkosi, xa ute weza usebukumkanini bako. U-Yesu wati kuye, Inene nditi kuwe, Namhla-nje uyakuba nam e-paradisi. Kekaloku kwakumalunga nelixa lesitandatu, kwaza kwakó ubumnyama pezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwaba lilixa lesitoba. Lenziwa mnyama ilanga; site nesikúselo sendawo eyingwele sařazuka pakati. Wadanduluka ngezwi elikulu u-Yesu, wati; Bawo, ndiyawunikela ezandleni zako umoya wam: ute akuba etshilo, wapuma umpefumlo. Kekaloku umteteli-kulu, akukubona okuhlileyo, wazukisa u-Tixo, esiti, Inene, lomntu ube lilungisa. Zati zonke izihlwele ezabe zibutelene kulombonelo, zakukubona okuhlileyo, zabuya, zibeta izifuba zazo. Baye ke bonke abazana naye bemi kude, nabafazi ababelandelelene naye, bevela e-Galili, bezikangela ezizinto.

OLWESIHLANU OLULUNGILEYO

oko kukuti

NGUMHLA WOKUFA KWE-NKOSI YETU
U-YESU KRISTU.

IMI-TANDAZWANA.

TXIXO Somandla, siyakukúnga ukuba ukangele usapo lwako olu, awati ngenxa yalo u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu wavuma ukungcatshwa wanikelwa ezandleni zaboni, nokufela emnqamlezweni, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

TXIXO Somandla, Ongunapakade, oti ngo-Moya T wako ulaule ungwawise i-Kerike yonke; Yamkela izikúngo zetu, sitandazela zonke indidi zabantu abase-Kerikeni yako engcwele, aze ati elowo emsebenzini wake akukonze ngokwenyaniso; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi no-Msindisi wetu. *Amen.*

TXIXO onetařu, Mdali wabantu bonke, ongatiyiyo nanye into oyenzileyo, ongakutandiyo ukufa komoni, utanda ukuba aguquke, apile; Sitaruzisela kuwe onke ama-Yuda, nama-Islam, nabangakólwayo, nabapambukileyo, ukuba ususe kubo ukungazi, nobunqóla bentliziyo, nokudela i-Lizwi lako; ubagodusele, Nkosi, emhlambini wako, basindiswe nesisalela sama-Sirayeli enene, ukuze babe mhlambi mnye, omalísi ukwamnye, u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. Kuma-Hebere x. 1.

UMTETO wona unesitunzi nje sodwa sezinto ezilungileyo ezizakubakó, ungenaso sona isimilo sazo izinto, awuze ube nako iminyaka ngeminyaka ngalomadini, bawanikela ngokungapéliyo, ukubenza bagqibelele abo basondelayo; okanye ange engayekwanga na ukunikelwa, ngenxa yokuba abo bakonzayo behlanjululwe nje kwaba kanye bengasenasazela sazono? Kusuke kuwo apo kubekó ukukúnjuzwa kwezono iminyaka ngeminyaka. Kuba akunakwenzeka ukuti igazi lenkomo ne-bokwe lisuse izono. Kungoko ati, akungena emhlabeni, Akutandanga mbingelelo namnikelo wakudla, ke undilungisele umzimba; amadini atshiswayo kupéle nangawesono akukóliswanga ngawo: Ndaza ndati, Yabona, ndiyeza (emqulwini wencwadi kubálwe ngam,) ndiza kuyenza intando yako, Tixo. Esiti nje ngentla: Imibingelelo

neminikelo yokudla namadini atshiswayo kupéle nangawesono akuwatandanga, akukóliswanga ngawo (wona lawo anikelwayo ngokomteto,) ubuye ati; Yabona, ndiza kuyenza intando yako, Tixo. Ususa okokuqala, ukuze amise okwesibini. Siti ngokokutanda kwake singewaliswe ngokunikelwa komzimba ka-Kristu kwaba kanye. Wonke ke ongumbingeleli uma okunene imihla ngemihla ebusa, ewanikela futi kwa wona lomadini angenako nakanye ukususa isono. Kodwa yena lo, enikele idini lalinye ngenxa yezono, usuke wahlala pantsi ngasekunene kuka-Tixo ngokungapéliyo, kususela koko elinde ukuba zide intshaba zake zenziwe isi-tulo senyawo zake. Kuba ngamnikelo mnye ubenze bagqibelela ngokungapéliyo abo bangewaliswayo. Uyasinqinela ke no-Moya Oyingewe, kuba emveni kokuba etshilo ngenx' engapambili ukuti, Nangu wona umnqopiso endiyakuwenza nabo emva kwalomihla, itsho i-Nkosi; ndiyakuyibeka imiteto yam ezintliziyweni zabo, ndiyakuyibala engqondweni zabo; izono zabo nokucasa kwabo umteto ndingabi sakukumbula. Ke apo uxolelo lwezonto lukona, akusekó mnikelo ngenxa yesono. Ngoko, bazalwana, sinokungena nje singoyiki kweyona ngeweke ngalo igazi lika-Yesu ngendlela entsha epilileyo awayivulela tina, ipumela esikúselweni, oku kukuti, enyameni yake, sinombingeleli omkulu nje pezu kwendlu ka-Tixo; masisondele sinentliziyoy eyinyaniso, sinenzaliseko yokólo, sifefiwe intliziyo zetu, sisusiwe isazela esingendawo; masiti sihlanjwe nje umzimba ngamanzi amhlope, silubambe uvumo lwetu lwetamba luqinisekile; kuba utembekile lowo wabeka ngedinga; kanjalo masinyamekelane ukuba sivusane elutandweni nasemisebenzini emihle; singakuyeki ukuhlanganisana kwetu, njengesiko labanye; masivuselelane, kube kokukona, nibona nje ukuba imini leyo iyasondele.

I-VANGELI. U-Yohane Ongeweke xix. 1.

WAZA ngoko u-Pilato wamtabata u-Yesu, wamtya-
katya. Ama-soldati aluka isitsaba ngameva, asibeka pezu kwentloko yake, amambatisa ingubo ebomvu, ati, A, Kumkani wama-Yuda! ammonxoxa. Wabuya ngoko wapuma pandle u-Pilato, wati kubo, Yabonani ndimzisa pandle kuni, ukuze nazi ukuba andifumani nalinye ityala kuye. Wapuma pandle ngoko u-Yesu, enxibe isitsaba sameva nengubo ebomvu; ati u-Pilato kubo, Nanku umntu! Bate ngoko bakumbona ababingeleli abakulu namadindala, banqangaza, besiti, Mbetelele emnqamlezweni, mbetelele emnqamlezweni! Ati kubo u-Pilato, Mtabateni nina nimbetelele emnqamlezweni; kuba mna andifumani tyala kuye. Ampendula ama-Yuda ati, Tina sinomteto, ngomteto wetu ke ufanele ukufa, ngokuba ezenze u-Nyana ka-Tixo. Ute ngoko u-Pilato akuliva elozwi, woyika ngakumbi. Wabuya wangena endlwini yamatyala, wati ku-Yesu, Ungowapina wena? ke u-Yesu akampendulanga. Ati ngoko u-Pilato kuye, Akuteti na kum? akwazi na ukuba ndinegunya lokukubetelela emnqamlezweni, nokuba ndinegunya lokukukúlula? Upendule u-Yesu wati, Ngeungenagunya nakanye kum, ukuba ubungalinikwanga livela pezulu; ngenxa yoko onlinikeleyo kuwe unesono esikulu ngakumbi. Ngenxa yoko wayefuna u-Pilato ukumkúlula; kodwa ama-Yuda ayenqangaza esiti, Ukuba ute wamkúlula lo, akusihlobo sika-Kesare; bonke abazenza ukumkani bamcása u-Kesare. Elivile ngoko u-Pilato elilizwi, wamzisa pandle u-Yesu, wahlala esihlalweni sokugweba kwindawo ekutiwa, Sisandlalo samatye, ke ngesi-Hebere yi-Gabata. Kekaloku kwakuyimini yokulungiselela i-pasika, ilixa ke ngati belilesitandatu, ati kuma-Yuda, Nanko u-Kumkani wenu! Ke wona

anqangaza esiti, Susa, susa, mbetelele emnqamlezweni! Ati u-Pilato kuwo, Ndimbetelele emnqamlezweni na u-Kumkani wenu? Bapendula ababingeleli abakulu bati, Tina asinakumkani ungenguye u-Kesare. Wandula ngoko ukumnikela kubo, ukuze abetelelwe emnqamlezweni. Bamtabata ke u-Yesu, bemka naye. Etwele umnqamlezo wake, wapuma waya endaweni ekutiwa, Yeyokakayi, ekutiwa ngesi-Hebere yi-Golgota: apo bambetelela kona emnqamlezweni, nabanye abangabambi bebabini naye ngenxa zombini, u-Yesu ke epakati. Kekaloku u-Pilato wabala nombalo, wawubeka pezu komnqamlezo. Kwaye ke kubaliwe kwatiwa, U-YESU WASE-NAZARETE, UKUMKANI WAMA-YUDA. Lombalo ngoko into eninzi yama-Yuda yawufunda; ngokuba indawo u-Yesu wayebetelelwe kuyo emnqamlezweni yayikufupi nomzi; kwaye ke kubaliwe ngesi-Hebere nangesi-Grike nangesi-Roma. Babesiti ngoko ku-Pilato ababingeleli abakulu bama-Yuda, Musa ukubala uti, U-Kumkani wama-Yuda; bala uti, Wati yena, Ndingu-Kumkani wama-Yuda. Wapendula u-Pilato wati, Endikubalileyo ndikubalile. Ate ngoko ama-soldati, xa abembetelele emnqamlezweni u-Yesu, azitabata ingubo zake, enza izabelo ezine, laelo i-soldati lanesabelo, kwa nengubo yangapantsi; kekaloku ingubo yangapantsi yabingenantungo, yayilukiwe ipela itabatele pezulu. Atshono ngoko ukuti, Masingayitazuli, masiqashise ngayo ukuba yoba yekabanina: ukuze isi-Balo sizaliseke, esiti, Babelana ngengubo zam, benza amaqashiso ngesambato sam. Ama-soldati ke ngoko azenza ezizinto. Kwakumi ke ngasemnqamlezweni ka-Yesu unina, nomsakwabo bonina, u-Mariya umka-Kleyopa, no-Mariya wase-Magadala. U-Yesu ngoko, akubona unina, naye umfundi abemtanda emi kona, uti kuye unina, Mfazi, nanko unyana wako! Andule ati

kumfundi lowo, Nanko unyoko! Wati kwa kwelolixa umfundi lowo wamtabata wamsa kwikaya lake. Emveni koko u-Yesu esazi ukuba zonke izinto sezifezekile, ukuze sifezeke isi-Balo, wati, Ndinxaniwe. Bekukó ke isitya sizele yi-viniga; bazalisa ke bona imfunxa nge-viniga, bayibeka pezu kwe-hisope, bayisa emlonyeni wake. Xa ngoko u-Yesu wabeyamkele i-viniga, wati, Kugqityiwe: watoba intloko, wawunikela umoya wake. Ama-Yuda ngoko, ukuze imizimba ingahlali emnqamlezweni nge-sabata, ekubeni yayiyimini yokulungiselela (kuba lo-sabata ibingumhla omkulu), acela ku-Pilato ukuba imilenze yabo yapulwe, basuswe. Eza ngoko ama-soldati, ayapula okunene imilenze yowokuqala, neyomnye obetelelwe emnqamlezweni naye; kodwa akufika ku-Yesu, akubona ukuba usel' efile, ayapulanga imilenze yake; lesuka elinye i-soldati lamhlaba ngomkonto ecaleni; kwa oko kwapuma igazi namanzi. Nalowo ubonileyo unqinile, nobunqina bake buyinyaniso: naye yena uyazi ukuba uteta inyaniso, ukuze nani nikolwe. Kuba zenzeka ezizinto, ukuze isi-Balo sizaliseke esiti, Akuyikutyunyuzwa tambo lake. Kanjalo nesinye isi-Balo siti, Bayakukangela lowo bamhlalileyo.

UMHLA OWANDULELELA I-PASIKA.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, ekubeni sabaptizelwa ekufeni ko-Nyana wako u-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, yenza ukuba siti ngokuhlala sizoyisa zonke inkanuko ezingendawo sincwatywe naye, size ngenewaba nangesango lokufa, sipumele eluvukweni olunenyweba; ngayo imfaneleko ya-Lowo wafayo, wancwatywa,

wavuka ngenxa yetu, u-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. I Ka-Petros Ongwele iii. 17.

UKUBA ke kungaba kukutanda kuka-Tixo ukuba nive ubunzima, okóna kunilungeleyo kukubuva nisenza okulungileyo, kunokubuva nisenza okubi. Ngokuba no-Kristu wabuva kwa kanye ubunzima ngenxa yezono, ilungisa lisiva ubunzima ngenxa yabangemalungisa, ukuze asisondeze kuye u-Tixo, ebulewe okunene esenyameni, kodwa edlisiwe ubomi akuwo umoya, awati ekuwo waya wavakalisa komoya abasekuvalelweni, ababefudula bengeva, xenikweni unyamezelo luka-Tixo belulinda ngemihla ka-Nowa, nxa ibisalungiswa inqanawa, ekwasindiswa kuyo imipefumlo embalwa, oko kukutí esibózo, ngamanzi; olusisindisayo ngawo nati ngoku u-báptizo ngokomfuziselo, kungekukulahla ukuncóla kwenyama, kukubuzisa ku-Tixo kwesazela esilungileyo, ngokuvuka kuka-Yesu Kristu, osekunene kuka-Tixo, eyile ezulwini; zitotyelwe pantsi kwake i-ngelosi nomagunya namandla.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongwele xxvii. 57.

KWATI ke kwakuhlwa, kweza umntu osityebi wase-Arimatiya, ogama lingu-Yosefu, owaye ngumfundi ka-Yesu naye. Yena lowo waya ku-Pilato, wacela umzimba ka-Yesu. Waza u-Pilato wati makawunikelwe umzimba. Ewutabatile ke u-Yosefu umzimba, wawusongela kwi-linen entle emhlope, wawubeka kwelake incwába elitsha, abelixóle eweni; waqengqela ilitye elikulu emnyango wencwába elo, wemka. Baye ke bekóna apo u-Mariya wase-Magadala nomnye u-Mariya, behleli pantsi malunga nencwába. Kekaloku ngengomso, eliyimini esemva kwaleyo yokulungiselela, bahlanganisana ababingeleli abakulu

naba-Farisi ku-Pilato, besiti, Nkosi, sikumbule ukuba umlahlekisi lowa wati esahleli, Emveni kwentsuku ezintatu ndiyakuvuka. Yitsho ngoko linqatysiswe incwába kude kube lusuku lwesitatu, hleze abafundi bake beze ebusuku bambé, bati ke ebantwini, Uvukile kwabafileyo; luze olokugqibela ulahlekiso lube lubi kunolokuqala. Wati ke u-Pilato kubo, Ninabo abalindi; hambani niye kunqabisa ngoko nazi ngako. Baya ke bona balinqabisa incwába ngokulitywina ilitye, bekunye nabalindi.

UMHLA WOKUVUKA KWE-NKOSI,

okutiwa ngowe-

PASIKA.

¶ *Em-Tandazweni wa-Kusasa ezizahlukwana ziyakutetwa okunye ziculwe, kuyekwe i-Ndumiso eqala ngokutí, Yizani siculele I-NKOSI.*

EYETU i-pasika engu-Kristu siyibingelelwe: ngoko masiwenze umtendeleko; Singawenzi ngegwele elidala, ngegwele lobubi nenkohlakalo: masiwenze ngezonka ezingenagwele zokungenakumbi nenyano. I *Kwabase-Korinte v. 7.*

U-KRISTU evusiwe nje kwabafileyo akabi safe: ukufa akusampati ngobukosi; Kuba ukufa awakufayo, wakufa kwisono kwaba kanye: ubomi ke abudlayo, ubudlela ku-Tixo.

Ngokunjalo nani zibaleleni ekutini ningabafileyo okunene kwisono: kodwa ningabadla ubomi ku-Tixo niku-Kristu Yesu i-Nkosi yetu. *Kwabase-Roma vi. 9.*

U-KRISTU uvukile kwabafileyo: waba lulibo lwabalele ukufa;

Kuba ekubeni kaloku kungomntu ukufa: kukwangenomntu ukuvuka kwabafileyo.

Kuba njengokuba kuye u-Adam bafa bonke : ngokunjalo nakuye u-Kristu bayakudliswa ubomi bonke.
1 *Kwabase-Korinte* xv. 20.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingewele ;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, owati ngaye okupela ko-Nyana wako ozelweyo u-Yesu Kristu wakweyisa ukufa, wasivulela isango lobomi bapakade ; Uz' uti ekubeni ngofefe lwako olusikokelayo usitsalela ekuzameleni ubulungisa, usincede, siyakutandaza, ipumelele lomizamo yetu ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingewele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Kolose iii. 1.

UKUBA ngoko nivukile ndawonye no-Kristu, funani izinto zapezulu, apo akona u-Kristu, ehleli ngasekunene kuka-Tixo. Nyamekelani izinto zapezulu, zingabi zezasemhlabeni. Kuba nafayo, baye ubomi benu bufihlakele ndawonye no-Kristu kuye u-Tixo. Xa ate wabonakaliswa u-Kristu, obubomi betu, ngeloxesha niyakubonakaliswa nani ninaye ebuqaqaulini. Bibisani ngoko amalungu enu asemhlabeni, umbulo, ukuncola, ubufeletyo, inkanuko embi, nokubawa okuyinkonzo yezitixo kona oko ; kungenxa yezizinto kuza ingqumbo ka-Tixo pezu kwabangevayo ; enanifudula nihamba kuzo, okuya nibe nihleli nikuzo.

I-VANGELI. U-Yohane Ongewele xx. 1.

KEKALOKU ngolokuqala usuku lwe-veki kuza encwabeni u-Mariya wase-Magadala kusasa, kusemnyama, alibone ilitye lisusiwe encwabeni.

Agidime ngoko, eze ku-Simon Petros nakomnye umfundi lowo ubetandwa ngu-Yesu, ati kubo, Bayisusile i-Nkosi encwabeni, asazi nalapo bayibeke kona. Wapuma ngoko u-Petros nomnye umfundi lowo, besiya encwabeni. Kekaloku baye begidima bona bobabini kunye ; waza omnye umfundi lowo wamshiya ngamendu u-Petros, wafika kuqala encwabeni ; ati akuqondela azibone izisongelo ze-linen abesongelwe kuzo zizodwa, akangenanga noko. Afike ngoko u-Simon Petros emlandela, angene encwabeni, azibone izisongelo ze-linen abesongelwe kuzo zizodwa, neqiya ebisentloko yake ingadibene ne-linen abesongelwe kuzo, isongiwe yodwa ndaweni itile. Wandula ngoko wangena nomnye umfundi, lowo ubefike kuqala encwabeni, wabona, wakolwa. Kuba bebengekasazi isi-Balo sokuti umelwe kukuti avuke kwabafileyo. Babuya ngoko abafundi bago-duka.

UMVULO OLANDELA I-PASIKA.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, owati ngaye okupela ko-Nyana wako ozelweyo u-Yesu Kristu wakweyisa ukufa wasivulela isango lobomi bapakade ; Uz' uti ekubeni ngofefe lwako olusikokelayo usitsalela ekuzameleni ubulungisa, usincede, siyakutandaza, ipumelele lomizamo yetu ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingewele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo x. 34.

U-PETROS wawuvula umlomo wake wati, Ndiyaqiga okwenyaniso ukuba u-Tixo akaketi bantu. Kwintlanga zonke lowo umoyikayo, asebenze

ubulungisa, wamkelekile kuye. Ilizwi elo walitumelayo konyana baka-Sirayeli, eshumayela indaba ezilungileyo zoxolo ngo-Yesu Kristu (nguye i-Nkosi yabo bonke); nina niyalazi ilizwi elenzekayo kuyo yonke i-Yudeya, liqalela e-Galili emva ko-báptizo awaluvakalisayo u-Yohane; okokuba u-Tixo wantambisa ngo-Moya Oyingewele nangamandla u-Yesu wase-Nazarete, owagqiba ilizwe esiza epilisa bonke ababandzelweyo ngu-Satana, ngokuba u-Tixo ube naye. Tina singamanqina ento zonke awazenzayo ezweni lama-Yuda, kwa nase-Yerusalem; abamsikayo ngokumxóma emtini. Yena lowo u-Tixo wamvusa ngomhla wesitatu, wenza ukuba abonakale, kungekubo abantu bonke, kukumanqina abenyuliwe ngenx' engapambili ngu-Tixo, kuti tina sadlayo saselayo naye emveni kokuvuka kwake kwabafileyo. Wasitsetela ngeliti, masivakalise ebantwini, siqononondise ukuba yena nguye omisiweyo ngu-Tixo, ukube abe ngumgwebi wabapilileyo nabafileyo. Bonke abaprofite bayamngqinelana yena lo, ukuba nge-Gama lake bayakuti bonke abakólwayo kuye bamkeliswe uxolelo lwezono.

I-VANGELI. U-Luka Ongcwele xxiv. 13.

KEKALOKU bekusiya babini bakubafundi kwa ngalomini kumzana ozi-tadiya zimashumi matandatu umgama wawo ne-Yerusalem, ogama lingu-Emawusi. Baye bona bexoxa bodwa ngazo zonke izinto ezibe zihlile. Kwati, ekuxoxeni kwabo nasekubuzaneni kwabo, u-Yesu ngokwake wasondela wahamba nabo. Kuloko amehlo abo ayebanjiwe ukuba bangamazi. Wati ke kubo, Zindawo zinina ezi ninekola ngazo, nihamba nje? Bati nqumama bematshekile. Upendule ke omnye lo ugama lingu-Kleyopa, wati kuye, Nguwe wedwa na umhambi

e-Yerusalem apa ongazazi izinto ezihle kóna ngazo ezintsuku? Wati kubo, Zizipina? Bati ke bona kuye, Ezingo-Yesu wase-Nazarete, obe yindoda engum-profite enamandla ekwenzeni nasekuteteni pambi ko-Tixo nabo bonke abantu; ukuba bati-nina ababingeleli abakulu nabapáti betu ukumnikela ukuba agwetywe afe, bambetelela nasemngamlezweni. Kekaloku tina besitemba, ukuba nguye oza kukúlula u-Sirayeli; kunjalo nje ke namhla lusuku lwesitatu zenzekile ezozinto. Kananjalo abafazi abatile abebenati, ababe sencwábeni kwakusasa basotusa. Bate bengawufumani umzimba wake, beza, besiti, babone umbono we-ngelosi ezati zona uhleli. Basuka nabatile abebenati, baya encwábeni, bafika kunjengoko bebetshilo abafazi; ke yena abambonanga. Waza yena wati kubo, Oyi! basweli kuqonda, bantliziyo zinqena ukukólwa kuko konke abakutetayo abaprofite! U-Kristu ubengamelwe na kukuti abuve obubunzima, aze angene eluzukweni lwake? Uqalele ke ku-Moses nakubo bonke abaprofite wabacázela kuzo zonke izi-Bálo indawo ezingaye. Basondela kulomzana babesiya kuwo; wanga yena uyegqita. Besuka bamzama, besiti, Hlala nati, ngokuba kuza kuLwa nemini seyisangene. Wangena ke ukuba ahlale nabo. Kwati, ehleli ngase-tafileni ndawonye nabo, wasitabata isonka, wasikelela, wasiqékeza, wabanika. Avulwa ke amehlo abo, bamazi; wati-shwaka yena kubo. Batshono ukuti, Intliziyo yetu ibingavuti na ngapakati kwetu, xa ebeteta nati endleleni, naxa ebesityilela izi-Bálo? Besuka kwa ngelolixa, babuyela e-Yerusalem, babafumana abalishumi elinamnye bequkene ndawonye nabo babenabo, besiti, i-Nkosi inene ivukile, yabonakala ku-Simon. Baye nabo bebalisela izinto zendlela, nokwazeka kwayo kubo ekuqékezeni isonka.

OLWESIBINI OLULANDELA I-PASIKA.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, owati ngaye okupéla ko-Nyana wako ozelweyo u-Yesu Kristu wakweyisa ukufa wasivulela isango lobomi bapakade; Uz' uti ekubeni ngofefe lwako olusikokelayo usitsalela ekuzameleni ubulungisa, usincede, siyakutandaza, ipumelele lomizamo yetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo xiii. 26.

MADODA bazalwana, bonyana benzala ka-Abram, nabo pakati kwenu bamoyikayo u-Tixo, ilizwi lolusindiso latunyelwa kuni. Kuba abo bemiyo e-Yerusalem nabapáti babo, bengamazanga lowo, namazwi aba-profite afundwayo i-sabata nge-sabata, bawazalisekisa ngokumgweba. Bati bengafumananga nalinye ityala lokufa, bacela ku-Pilato ukuba asikwe. Xa ke babezifezile zonke izinto ezibáliweyo ngaye, bamtula emtini, bambeka encwábeni. Ute ke u-Tixo wamvusa kwabafileyo. Yena lowo wabonakalayo imihla emininzi kwabo benyuka naye bevela e-Galili besiya e-Yerusalem, bangawo bona abo amanqina ake ebantwini. Nati sinishumayeza indaba ezilungileyo zedinga elo labakó kobawo betu, zokokuba u-Tixo ulizalisile lona kuti bantwana babo ngokumvusa u-Yesu; njengokuba kwi-Ndumiso yesibini kubáliwe kwatiwa, Wena ungu-Nyana wam, ndikuzele mna namhla. Malunga ke nokumvusa kwake kwabafileyo, angabi sabuyela ekuboleni, useleté ukuteta, Ndiyakuninika izibele eziqinisekileyo zika-Davide. Kungoko atí nakwenye i-Ndumiso, Akuyikumyekela Oyingwele wako abone ukubola. Kuba u-Davide

okunene, akuba elisebenzele kwesake isizukulwana icebo lika-Tixo, walala ubutongo, wabekwa koyise, wakubona ukubola; ke yena owavuswayo ngu-Tixo akabonanga kubola. Makwazeke ngoko kuni, madoda bazalwana, ukuba ngaye lowo kuxelwa kuni uxolelo lwezono; nakuzo zonke izinto, ebeningenako ukugwetyelwa *nikululeke* kuzo ngomteto ka-Moses, bonke abakólwayo bagwetyelwa ngaye yena lowo. Lumkani ke ngoko, ningafikelwa koko kutetiweyo eba-profiteni *kusitwa*, Bonani, nina badeli, nimangaliswe niti-shwaka; ngokuba mna ndisebenza umsebenzi ngemihla yenu, umsebenzi eningasayikukólwa kuwo, nokuba kukó oti anicacisele.

I-VANGELI. U-Luka Ongwele xxiv. 36.

U-YESU ngokwake wema pakati kwabo, wati kubo, Uxolo malube nani. Basuka ke bankwantya, bangenelwa kukoyika, beba babone umshologu. Wati kubo, Yinina ukuba nikatazeke? kunganina ke ukuba kunyuke izicamango ezintliziyweni zenu? Kangelani izandla zam nenyawo zam, ngokuba ndim kanye; ndicofeni nikangele; ngokuba umshologu awunanyama namatambo, njengokuba nindibona ndinawo mna. Utshilo wababonisa izandla nenyawo zake. Kekaloku, bakubon'ukuba abakakólwa ngenxa yovuyo, bemangalisiwe, wati kubo, Ninanto na idliwayo apa? Bamnika ke intwana yentlanzi eyosiweyo neyenqata lobusi. Watabata, wadla pambi kwabo. Uté ke kubo, Ngawo la amazwi endawatetayo kuni ndisenani, okokuba zimelwe kukuzaliseka zonke izinto ezibáliweyo ngam emtetweni ka-Moses, naseba-profiteni, nasezi-Ndumisweni. Wandula wayivula ingqiqo yabo ukuze baziqonde izi-Bálo; wati kubo, Kubáliwe ngokunjalo, umelwe ngokunjalo u-Kristu kukuti eve ubunzima, abuye avuke kwabafileyo

ngomhla wesitatu; nokuba kuvakaliswe ngegama lake inguquko noxolelo lwezono kuzo zonke intlanga, kuqalelwa e-Yerusalem. Nina ke ningamanqina ezizinto.

EYOKUQALA I-CAWA EMVA KWE-PASIKA.

UM-TANDAZWANA.

BAWO Somandla, owasinikayo okupéla ko-Nyana wako, ukuba afe ngenxa yezono zetu, abuye avuke ngenxa yokugwetyelwa kwetu; Yenza ukuba sililahle igwele lobubi nenkohlakalo, size sihlale sikukonza ngentlalo emsulwa nangenyaniso; ngayo infaneleko yo-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. I Ka-Yohane Ongewele v. 4.

KONKE okuzelweyo ngu-Tixo kuyaweyisa umhlaba; lulo ke olu uloyiso olweyisayo umhlaba, ukólo lwetu. Ngubanina lowo weyisayo umhlaba ingenguye okólwayo ukuba u-Yesu ungu-Nyana ka-Tixo? Lowo nguló wezayo ngamanzi negazi, u-Yesu Kristu; engenawo amanzi odwa, enawo amanzi, enalo igazi; u-Moya ke ungló unqinayo, ngokuba u-Moya uyiyo inyaniso. Ngokuba batatu abo banqinayo ezulwini, u-Yise, no-Lizwi, no-Moya Oyingewele, abo batatu banye. Batatu abo banqinayo emhlabeni, u-Moya, namanzi, negazi, aba batatu basingise ntweni nye. Ukuba ubunqina babantu siyabamkela, ubunqina buka-Tixo bungapezulu; ngokuba bubo obu ubunqina buka-Tixo anqinele u-Nyana wake ngabo. Lowo ukólwayo kuye u-Nyana ka-Tixo unabo ubunqina ngapakati kwake; lowo ungakólwayo nguye u-Tixo umenze ixoki; ngokuba engakólwanga bubo ubunqina abunqinele u-Nyana wake

u-Tixo. Bubo obu ke ubunqina, ukuba u-Tixo usinike ubomi obungunapakade, obobomi ke bukuye u-Nyana wake. Lowo unaye u-Nyana unabo ubomi; lowo ungenaye u-Nyana ka-Tixo akanabo ubomi.

I-VANGELI. U-Yohane Ongewele xx. 19.

KWATI kwakuhlwa ngolokuqala usuku olo lwe-veki, ingcango sezivaliwe apo babehlanganisene kóna abafundi, ngenxa yokoyika ama-Yuda, wafika u-Yesu wema pakati, wati kubo, Uxolo malube nani. Akutsho, wababonisa izandla necala lake. Bavuya ngoko abafundi bakuyibona i-Nkosi. Wapinda ngoko u-Yesu wati kubo, Uxolo malube nani; njengokuba u-Bawo enditumile mna, nam ndiyanituma nina. Akutsho, wabapfumlela wati kubo, Yamkelani u-Moya Oyingewele; abazono nite nazixolela, bazixolelwe; nabazono nite nazibamba, zibambekile.

EYESIBINI I-CAWA EMVA KWE-PASIKA.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, osinike okupéla ko-Nyana wako ukuba abe lidini lezono, abe ngumzekelo wentlalo elungileyo; Sincede ukuba silamkele ngokubulela elotamsanqa likulu lokusifela kwake, siti imihla ngemihla sizame ukulandela emkondweni wentlalo yake engewele; ngaye u-Yesu Kristu lowo, i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. I Ka-Petros Ongewele ii. 19.

OKU kuyakólisa, ukuba umntu unyamezela intsizi ngenxa yokumazi u-Tixo, eve ubunzima esoniwa. Kuba ludumo lunina ukuti ninyamezele nakuntlitwa, nisona? Ke ukuba niti nisenza okulungileyo, nive ubunzima: oko kukókilele ku-Tixo. Kuba nabizelwa,

oko; ngokuba u-Kristu naye weva ubunzima ngenxa yetu, esishiya nomzekelo, ukuze silandele emkondweni wake; ongenzanga sono, ekungafunyanwanga nkohliso emlonyeni wake; obesiti etshabiswa angapindezeli atshabise; ati esiva ubunzima, angapindezeli asongele; ke ubeziyekele kulowo ugwebayo ngobulungisa; owati ngokwake, izono zetu wazitwala ngomzimba wake emtini, ukuze siti, sifile ngakwizono, sipilele ebulungiseni; omivimbo yake napiliswa ngayo. Kuba beninjengezimvu zilahlekile; koko nisuke ngoku nabuyela ku-Malusi no-Mongameli wempumlo yenu.

I-VANGELI. U-Yohane Ongwele x. 11.

WATI u-Yesu, Ndim umalusi olungileyo; umalusi olungileyo ubomi bake ubuncamela izimvu. Ke yena ongumqeshwa engengumalusi, ezingezizo ezake izimvu, uyibona incuka isiza, azishiye izimvu, abaleke, ize incuka izibambe, izicitacite izimvu. Umqeshwa lo ke uyabaleka, ngokuba engumqeshwa, engazikatalele izimvu. Ndim umalusi olungileyo; ndiyazazi ezam, ndiyaziwa zezam. Njengokuba endazi u-Bawo, nam ndiyamazi u-Bawo, nobomi bam ndibuncamela izimvu. Ndinazo nezinye izimvu, ezingezizo ezobubuhlanti; nazo ezo ndimelwe kukuza nazo, zaziyakuliva izwi lam, zibe mhlambi mnye, nomalusi omnye.

EYESITATU I-CAWA EMVA KWE-PASIKA.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, obakanyiselayo ngenyaniso yako abalahlekayo, ukuze babuyele endleleni yobutungisa; Bapè bonke abangenisiweyo ebudlelaneni

benkonzo ka-Kristu, ukuba bakwèbuke kuko konke okucásene nenkolo yabo, balandele konke okuvumelene nayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

I-NCWADANA. 1 Ka-Petros Ongwele ii. 11.

ZINTANDA, ndiyaniyuselela njengabapambukeli nabasemzini ukuba nikumke ezinkanukweni ezizezenyama, zona ziwupumela umkosi umpumlo. Ihambo yenu pakati kwe-Ntlanga mayibe ntle, ukuze kulonto bateta okulagani, ngati ningabenzi bokubi, bati ngokubona imisebenzi yenu emihle, bamzukise u-Tixo ngomhla wokuvelwa kwabo. Wutobeleni ngoko wonke ummiso wabantu ngenxa yayo i-Nkosi, nokuba ngukumkani, njengowongamileyo; nokuba ngabalauli, njengabatunyiweyo nguye, ukuze bapindezele kubenzi bokubi, ke badumise abenzi bokulungileyo. Ngokuba ukutanda kuka-Tixo kukubani ngokwenza okulungileyo nibetè iti-cwaka intswelani nje ningabi ngabayenza inkululeko ibe sisigqubutelo sobubi, nibe ngabakonzi baka-Tixo. Bekani abantu bonke. Tandani abazalwana. U-Tixo moyikeni. Ukumkani mbekeni.

I-VANGELI. U-Yohane Ongwele xvi. 16.

WATI u-Yesu kubafundi bake, Selilixesha elifutshane, ize ningandiboni; kubuye kube lixesha elifutshane, nize nindibone, ngokuba mna ndiya ku-Bawo. Itè ngoko inxenyè yabafundi bake pakati kwabo, Yinto-nina le ayitetayo kuti, ati, Selilixesha elifutshane, ize ningandiboni; kubuye kube lixesha elifutshane nize nindibone, nokuti, Mna ndiya ku-Bawo. Babesiti ngoko, Yinto-nina le ayitetayo, ati, Lixesha elifutshane? Asiyazi into ayitetayo.

Wazi ngoko u-Yesu ukuba babetanda ukumbuzwa, wati kubo, Nibuzana ngalento na yokuba nditē, Selilixesha elifutshane, nize ningandiboni; kubuye kube lixesha elifutshane, nize nindibone? Inene, inene nditi kuni, Niyakulila nihlahlambe, ke wona umhlaba uyakuvuya; niyakuba buhlungu nina, ke ubuhlungu benu buyakuba luvuyo. Umfazi xa azakuzala, ubuhlungu, ngokuba ilixa lake lifikile; xa ate ke wazala umntwana akabi sayikumbula lombandezelo ngenxa yovuyo lokuba kuzelwe umntu emhlabeni. Nani ke ngoko nibuhlungu kaloku-nje; kodwa ndobuya ndinibone, yaye iyakuvuya intliziyo yenu, novuyo lwenu akukō namnye uyakuhluta kuni.

EYESINE I-CAWA EMVA KWE-PASIKA.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, okupēla kosiula intliziyo ezingevayo zaboni; Yenza ukuba abantu bako bakutande oko ukuyalelayo, bakunqwenele oko ukutembisayo; zize ziti intliziyo zetu, pakati kokugquguquka kwezinto zomhlaba, zimiselwe apo ikōna inyweba eyinyaniso; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Ka-Yakobi Ongwele i. 17.

KONKE ukupā okulungileyo, naso sonke isipō esigqibeleleyo sesapezulu, sihla sivela kuye u-Yise wezikanyiso, ongenakuguquka, ekungekō situnzi sakujika kuye. Ngokutanda kwake wasizala ngelizwi lenyaniso, sibe lulibo lwazo izidalwa zake. Ngoko ke bazalwana bam bazintanda, makati umntu wonke enze msinya ukuya, enze kade ukuteta, enze kade ukqumba; kuba ingqumbo yendoda ayisebenzi bulu-

ngisa buka-Tixo. Kungoko nditi, yitini nikususile konke ukuncōla nobuninzi bolunya, namkele ninobulali ilizwi elimiliselweyo kuni, elinako ukuyisindisa imipefumlo yenu.

I-VANGELI. U-Yohane Ongwele xvi. 5.

WATI u-Yesu kubafundi bake, Kaloku ke ndiyemka ndiya kowanditumayo; akukō namnye kuni undibuzayo ati, Uya pina? Ngokuba ke ezizinto ndizitatile kuni, intlungu ziyizalisile intliziyo yenu. Noko ke mna ndinixelela inyaniso; kunilungele ukuba ndimke; kuba ndingemkanga, u-Mteteleli akayikuza kuni, ke ndite ndemka, ndiyakumtumela kuni. Efikile ke uyakuwohlwaya umhlaba ngenxa yesono, nangenxa yobulungisa, nangenxa yomgwebo; ngenxa yesono, ngokokuba bengakōlwa kum; ngenxa yobulungisa, ngokokuba ndisiya ku-Bawo, ize ningabi sandibona; ngenxa yomgwebo, ngokokuba umpāti walomhlaba egwetyiwe. Ndisenezinto ezininzi zokuteta kuni, kodwa aninako ukuzitwala ngoku. Xa ke ate wafika yena, u-Moya wenyano, uyakunikokelela kuyo yonke inyaniso; kuba engayikuteta okupuma kuye, uyakuteta izinto ate waziva, anixelele izinto ezizayo. Yena ke uyakundizukisa; ngokuba eyakwamkela kokukokwam, aze anixelele ke. Zonke ezonto anazo u-Bawo zezam; ngenxa yoko ndati, uyakwamkela kokukokwam, aze anixelele.

EYESIHLANU I-CAWA EMVA KWE-PASIKA.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, osibabalayo ngento zonke ezilungileyo; Sincede tina zicaka zako, size ngamandla o-Moya Oyingwele sicinge izinto ezilungileyo, siti

ngokukokelwa nguwe sizenze zona; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Ka-Yakobi Ongewele i. 22.

YIBANI ngabenzi belizwi, ningabi ngabapulapuli nje kodwa, nizidepisela. Ngokuba umntu ukuba ungumpulapuli nje welizwi engemenzi walo, lowo ufana nendoda ikangela ubuso bayo encwadini yokuzibona; kuba iyaziqqa, inke, ilibale kwa oko ukuba ibi njanina. Ke yena oqondela emteweni ogqibeleleyo wayo inkululeko, ahlal' ehleli kuwo, lowo ete nje akaba ngumpulapuli olibalayo, esuka waba ngumenzi womsebenzi, yena uyakuba nentsikelelo ekwenzeni kwake. Ukuba ubani kuni uba ungonqulayo, abe engalubambi ngomkâla ulwimi lwake, ekohlisa intliziyo yake; unqulo lwalowo alunto yanto. Unqulo lona oluhlambulukileyo olungadyobekileyo pambi ko-Tixo u-Bawo lulo olu: kukuvelela inkedama nabahlolokazi embandezelweni yabo, kukuzigcina engenabala kuwo umhlaba.

I-VANGELI. U-Yohane Ongewele xvi. 23.

INENE, inene nditi kuni; Zonke izinto enite nazicela ku-Bawo ngegama lam, woninika. Kude kwangoku nje anikaceli nto ngegama lam; celani, niyakwamkela, ukuze uvuyo lweni luzaliseke. Ezizinto ndizitetile kuni ngokuntsonkota; kuza ilixa endingasayikuba sateta kuni ngokuntsonkota, ndiyakunixelela ekuhleni ngaye u-Bawo. Ngalomini niyakucela ngegama lam; anditsho kuni ukuti, ndiyakunicelela ku-Bawo; kuba u-Bawo ngokwake uyanitanda; ngokuba nina ninditandile, nakôlwa ukuba mna ndapuma ku-Tixo. Ndapuma ku-Bawo, ndeza emhlabeni; ndibuya ndiwushiye umhlaba, ndiye ku-Bawo. Bati kuye abafundi bake, Uyabona,

ngoku uteta ngokusekuhleni, akuteti nto ngokuntsonkota. Ngoku siyazi ukuba uyazazi zonke izinto, akusafuneki kuwe ukuba ubani akubuze nto; ngalonto siyakôlwa ukuba wapuma ku-Tixo. Wabapendula u-Yesu wati, Niyakôlwa na ngoku? Yabonani, kuza ilixa, nakaloku lifikile, lokuba nicitwe, elowo aye kowabo; nindishiye ndedwa; kanti andindedwa, ngokuba u-Bawo unam. Ezizinto ndizitetile kuni, ukuze nibe noxolo kum. Emhlabeni niyakuba nembandezelo; yomelelani, mna ndiwoyisile umhlaba.

UMHLA WOKUNYUKELA KUKA-YESU KRISTU.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, ekubeni sikôlwa ukuba u-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu unyukele ezulwini; Sincede, siyakutandaza, sinyukele kôna nati ngomoya nangentliziyo, sihlale sihleli naye, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo i. 1.

EYOKUQALA imbâli, Teyofilo, ndayenza ndibalisa ngento zonke awaqala ngazo u-Yesu ukuzenza nokuzifundisa, kwada kwayimini awanyuswa ngayo, akuba ebawisele umteto ngo-Moya Oyingcwele abapostile awayebanyule: awati kanjalo emveni kokuva kwake ubunzima wazimisa epilile pambi kwabo, ngeziganeko ezininzi, ezibonakalisa ngokwake kubo kwintsuku ezimashumi mane, eteta izinto ezingabo ubukumkani buka-Tixo. Ute, ehlanganisene nabo, wabatetela ngeliti, mabangahlukani ne-Yerusalem; mabalinde idinga lo-Yise, awati ukuteta, naliva kum; ngokuba u-Yohane okunene wabaptiza ngamanzi.

kodwa nina niyakubáptizwa ngo-Moya Oyingcwele, kungekabi kade emva kwezintsuku. Bona ke ngoko bebutelene babembuza besiti, Nkosi, wobubuyisela ngelixesha na ubukumkani ku-Sirayeli? Uté ke kubo, Asikokwenu ukwazi amaxesha nokuba ngamata-tuba awamise ngelake igunya u-Bawo. Niyakwamkela ke amandla, akuba u-Moya Oyingcwele ehliile pezu kwenu, mibe ngamanqina am e-Yerusalem, kwa nakuyo yonke i-Yudeya ne-Samariya kude kuse nasekupéleni komhlaba. Waza etshilo, besakangela, wenyuswa; lati ilifu lemka naye emehlweni abo. Bakuba beqwalasele ezulwini, nxa emkayo, kwabonakala kumi ngakubo amadoda amabini enengubo ezimhlope, awatshoyo ukuti, Madoda ase-Galili, nimele nina nondele ezulwini? Kwa yena lo-Yesu unyusiweyo kuni wasiwa ezulwini, uyakuza ngoluhlobo nimbone esiya ngalo ezulwini.

I-VANGELI. U-Marko Ongcwele xvi. 14.

U-YESU wabonakaliswa kwabalishumi elinamnye behleli ngase-tafileni; wabatetisa ngenxa yokungakólwa kwabo nobulukuni bentliziyo *zabo*; ngokuba bengakólwanga ngabo babembonile evukile. Wati kubo, Hambani niye kuwo wonke umhlaba, niyishumayele i-Vangeli kwinto yonke edaliweyo. Lowo ukóliweyo wabáptizwa wosindiswa; ke yena ongakólwanga wogwetywa. Imiqondiso ke eyakulandelana nabo bakóliweyo nantsi: e-Gameni lam bayakukúpa i-demon; bayakuteta ngelwimi ezintsha; bayakupáta inyoka; nokuba bate basela into ebulalayo ayiyikuké ibenzakalise bona; bayakubeka izandla pezu kwemilwelwe, ipile. Yati ngoko yona i-Nkosi, emveni kokuteta kubo, yanyuselwa ezulwini, yahlala ngasekunene kuka-Tixo. Ke bona bapuma, bashumayela ezindaweni zonke, i-Nkosi isebenza

nabo iliqinisela ilizwi ngayo imiqondiso elandelana nabo.

I-CAWA ELANDELA UMHLA WOKUNYUKELA.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, Kumkani wodumo, omnyuseleyo ezulwini u-Nyana wako u-Yesu Kristu ngovuyo olukulu; Uz'ungasishiyi sizinkedama, kodwa usitumele u-Moya wako Oyingcwele, asitutuzele, asinyusele apo asandulele ukuya kóna u-Msindisi wetu u-Kristu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. I Ka-Petros Ongcwele iv. 7.

UKUPELA kwezinto zonke kusondele. Ngoko ke yibani nengqondo epilileyo, nibe nobuncátu, ukuba nitandaze. Ngapambi kwento zonke ke yibani notandano olunyamekileyo, ngokuba utando luyakugubungela inkita yezono. Yamkelanani, ningakálazi. Yitini elowo, njengoko wasamkelayo isipó *so-Moya*, nikonzane ngaso, njengamagosa alungileyo ezipó ngezipó zika-Tixo. Ukuba umntu uyateta, makatete ngokwezihlabo zika-Tixo; ukuba umntu uyakonza, makakonze ngokwasemandleni awapiwa ngu-Tixo, ukuze ezintweni zonke azukiswe u-Tixo ngo-Yesu Kristu, elulolwake uzuko namandla kuse emapakadeni asemapakadeni. *Amen.*

I-VANGELI. U-Yohane Ongcwele xv. 26, nesiqendu sese-xvi.

XA ate wafika u-Mteteleli, endiyakumtuma mna kuni evela ku-Bawo, u-Moya wenyaniso opuma ku-Bawo, yena wonqina ngam. Nani ke niyanqina,

ngokuba beninam kwasekuqaleni. Ezizinto ndizitatile kuni, ukuze ningakutyekiswa. Bayakunigxota esikungwini; ewe, kuza ilixa lokuba bonke abanibulalayo babe bona bakonza ku-Tixo. Ezozinto bayakuzenza kuni, ngokuba bengamazanga u-Bawo kwanam. Ezizinto ndizitatile kuni, ukuze, xa lite lafika ilixa, nizikumbule ukuba mna ndandinixelele.

UMHLA WE-PENTEKOST.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, owati ngokwanjengelixesha wazifundisa intliziyo zamakolwa ako ngokuwatumela isikanyiso so-Moya wako Oyingewe; Yenza ukuba nati ngamandla o-Moya lowo sibe nokuqonda inyaniso ezintweni zonke, sihlale sivuyiswa lututuzelo lwake, ngayo imfaneleko yo-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, ohleli elaula nawe no-Moya lowo, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo ii. 1.

KEKALOKU wakuba usel' ufikile umhla we-Pentekost, baye bonke bemxelo mnye ndaweni nye. Kwaza ngequbuliso kwapuma ezulwini isandi esinjengesomoya ovutuza ngamandla, sayizalisa indlu yonke abebheleli kuyo. Kwabonakala kubo ilwimi ezicandekileyo, ngati zezomlilo, lwaolo lwahlala pezu kwabo bonke ngabanye. Bazaliswa bonke ngu-Moya Oyingewe, baqala ukuteta ngalwimi zimbí, njengoko u-Moya wayebanika ukuba batete ngokuvakalayo. Kekaloku kwakuhleli e-Yerusalem apo ama-Yuda, amadoda oyika u-Tixo, evela kuzo zonke intlanga ezipantsi kwezulu. Site ke sakubakó esisandi, babutelana bebaninzi, badubadubeka; ngokuba bonke ngabanye babebava bona beteta ngezakomawabo

inteto. Bati-nqa ke bonke, bamangaliswa, wati omnye komnye, Kanene aba bonke batetayo asingama-Galili na? Kute-nina ke ukuba sibeve nje sonke ngabanye beteta ngezakomawetu inteto esazalelwa kuzo? Tina ma-Parti, nama-Medi, nama-Elam, nati simiyo kwelase-Mesopotami, kwelakwa-Yuda kwa nakwelase-Kapadoki, kwelase-Ponto nakwelase-Asiya, kwelase-Frigiya kwa nakwelase-Pamfili, kwelase-Yiputa nasemacaleni ase-Libiya ngase-Kirene, nati bahambi base-Roma singama-Yuda, kwa nabangenileyo *ebu-Yudeni*, tina ma-Krete nama-Arabi, sibeve bona beziteta ngezakomawetu ilwimi izinto ezinkulu zika-Tixo.

I-VANGELI. U-Yohane Ongewele xiv. 15.

WATI u-Yesu kubafundi bake, Ukuba niyanditanda, yigcineni imiteto yam. Mna ndiyakucela ku-Bawo, aze aninike omnye u-Mteteleli, ukuze ahlale nani ngonapakade; u-Moya wenyano, lowo ungenako umhlaba ukumamkela, ngokuba ungaboni ungamazi nokumazi. Nina ke niyamazi; ngokuba uhleli nani, kanjalo uyakuba kuni. Andiyikunishiya nizinkedama, ndiyeza kuni. Selilifutshane ixesha, ukuze umhlaba ungabi sandibona; ke nina niyandibona; ngokuba ndisidla ubomi mna, nani niyakudla ubomi. Ngalomini niyakwazi nina ukuba ndikuye u-Bawo, nani nikum, nam ndikuni. Lowo unayo imiteto yam, ayigeine, nguye onditandayo; lowo ke unditandayo uyakutandwa ngu-Bawo; nam ndiyakumtanda ndizibonakalise kuye. Wati kuye u-Yudas (ingenguye u-Sikariyoti), Nkosi, kute-nina lento uza kuzibonakalisa kuti, ungazibonakalisi kuwo umhlaba? Wapendula u-Yesu wati kuye, Ukuba umntu uyanditanda, woligcina ilizwi lam; woti u-Bawo amtande, size kuye sihlale naye. Lowo

unganditandiyo akawagcini amazwi am; ilizwi enilivayo asililo slam, leluka-Bawo owanditumayo. Ezizinto ndizitetele kuni ndisahleli nani. Ke u-Mteteleli, u-Moya Oyingwele, ayakuntuma u-Bawo nge-Gama lam, yena uyakunifundisa zonke izinto, anikumbuze zonke izinto endizitete kuni. Ndishiya uxolo kuni, ndininika uxolo lwam; akunjengokunika komhlaba ukuninika kwam. Mayingakatazeki intliziyo yenu, mayingabi nabugwala. Nivile ukuba nditē mna kuni, Ndiyemka, ndibuye ndize kuni; ukuba beninditanda, ngenavuyayo kuba ndati, Ndiya ku-Bawo; ngokuba u-Bawo mkulu kunam. Ngoku ndinixelele kungekehli, ukuze, xa kute kwehla, nikōlwe. Andisayikuba sateta zinto zininzi nani; kuba esiza umpati walomhlaba, engenanto nam. Ke, ukuze uqonde umhlaba ukuba ndiyamtanda u-Bawo, ndenza njengoko u-Bawo andiwisele umteto ngako.

UMVULO OLANDELA UMHLA WE-PENTEKOST.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, owati ngokwanjengelixesha wazifundisa intliziyo zamakōlwa ako ngokuwatumela isikānyiso so-Moya wako Oyingwele; Yenza ukuba nati ngamandla o-Moya lowo sibe nokuqonda inyaniso ezintweni zonke, sihlale sivuyiswa lututuzelo lwake; ngayo imfaneleko yo-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, ohleli elaula nwe no-Moya lowo, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo x. 34.

U-PETROS wawuvula umlomo wake, wati, Ndiyaqqa okwenyaniso ukuba u-Tixo akakēti bantu. Kwintlanga zonke lowo umoyikayo, asebenze ubulungisa, wamkelekile kuye. Ilizwi elo walitumelayo

konyana baka-Sirayeli, eshumayela indaba ezilungileyo zoxolo ngo-Yesu Kristu (nguye i-Nkosi yabo bonke), nina niyalazi, ilizwi elenzekayo kulo lonke elakwa-Yuda, liqalela e-Galili emva kobāptizo awaluvakalisayo u-Yohane; okokuba u-Tixo wamtambisa ngo-Moya Oyingwele nangamandla u-Yesu wase-Nazarete, owagqiba ilizwe esiza epilisa bonke ababandzelweyo ngu-Satana, ngokuba u-Tixo ube naye. Tina singamanqina ento zonke awazenzayo ezweni lama-Yuda, kwa nase-Yerusalem; abamsikayo ngokumxōma emtini. Yena lowo u-Tixo wamvusa ngomhlaba wesitatu, wenza ukuba abonakale, kungekubo abantu bonke, kukumanqina abenyuliwe ngenx' engapambili ngu-Tixo, kuti tina sadlayo saselayo naye emveni kokuvuka kwake kwabafileyo. Wasitela ngeliti masivakalise ebantwini, siqononondise ukuba yena nguye omisiweyo ngu-Tixo, ukuba abe ngu-Mgwebi wabapilileyo nabafileyo. Bonke aba-profite bayamanqinela yena lo, ukuba nge-Gama lake bayakuti bonke abakōlwayo kuye bamkeliswe uxolelo lwezono. Kwati esateta u-Petros lamazwi, u-Moya Oyingwele wabawela bonke ababeliva ilizwi. Amangaliswa amakōlwa olwaluko onke abeze no-Petros; ngokuba isipō so-Moya Oyingwelesatūlulwa pezu kwe-Ntlanga; kuba aziva ziteta ngalwimi zimbī, zimenza mkulu u-Tixo. Wandula wapendula u-Petros, wati, Kukō unako yinina ukubandeza amanzi, ukuba bangabāptizwa aba-bamamkeleyo u-Moya Oyingwele kwa njengati nje? Wamisa ukuti mababāptizwe e-Gameni le-Nkosi. Baza bamcela ukuba akē ahlale intsuku ezitile.

I-VANGELI. U-Yohane Ongewele iii. 16.

U-TIXO wenje nje ukuwutanda kwake umhlaba, ude wancama u-Nyana wake okupēla kwamzeleyo, ukuze bonke abakōlwayo kuye bangatshabalali, kodwa

babe nobomi obungunapakade. Kuba u-Tixo aka-
mtumanga u-Nyana wake emhlabeni, ukuze awugwebe
umhlaba; wantuma, ukuze umhlaba usindiswe ngaye.
Lowo ukólwayo kuye akagwetywa; ke lowo ungakó-
lwanga usef' egwetyiwe, ngokuba engakólwanga kwi-
Gama lo-Nyana okupéla kwamzeleyo u-Tixo. Keka-
loku umgwebo nguwo lo, ukuba ukányiso lufikile
emhlabeni, baza abantu batanda nbumnyama ngapezu
kokányiso; kuba imisebenzi yabo ingendawo. Kuba
bonke abenza okubi bayalutiya ukányiso, bangezi
elukányisweni ukuze imisebenzi yabo ingohlwaywa.
Ke lowo uyenzayo inyaniso uyeza elukányisweni,
ukuze imisebenzi yake ibonakaliswe, ngokuba isetye-
zelwe ku-Tixo.

OLWESIBINI OLULANDELA UMHLA WE- PENTEKOST.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, owati ngokwanjengelixesha wazifandisa
intliziyo zamakólwa ako ngokuwatumela isiká-
nyiso so-Moya wako Oyingeweile; Yenza ukuba nati
ngamandla o-Moya lowo sibe nokuqonda inyaniso
ezintweni zonke, sihlale sivuyiswa lututuzelo lwake;
ngayo imfaneleko yo-Msindisi wetu u-Yesu Kristu,
ohleli elaula nawe no-Moya lowo, emnye u-Tixo,
ngonapakade. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo viii. 14.

KEKALOKU, bakuva aba-Postile ababese-Yeru-
salem, ukuba abase-Samariya balamkele ilizwi
lika-Tixo, batuma u-Petros no-Yohane kubo; abati
bona bakuhla babatandazela, ukuba bamkele u-Moya
Oyingeweile; kuba ebengekaweli namnye kubo,
babebáptizelwe nje kodwa e-Gameni le-Nkosi u-Yesu.

Bandula ukubeka izandla pezu kwabo, bamamkela
ke u-Moya Oyingeweile.

I-VANGELI. U-Yohane Ongeweile x. 1.

INENE, inene nditi kuni, Ongangeniyi ngalo isango
ebuhlanti bezimvu, asuke akwéle ngandawo yimbi,
lowo ulisela nesihange. Ke yena ongena ngalo isango
ngumalúsi wezimvu. Umgcini-sango uyamvulela
lowo; ziti nezimvu zilive izwi lake, azibize ezake
izimvu ngamagama, azikokelele pandle zona. Xa
ate wazikúpa ezake izimvu, uhamba pambi kwazo,
ziti nezimvu zimlandele; ngokuba zilazi izwi lake.
Ke owasemzini azingemlandeli, zosuka zimbaleke;
ngokuba zingalazi izwi labasemzini. Lomzekeliso
wawuteta kubo u-Yesu; ke bona abaziqondanga
ukuba zinto zinina abeziteta kubo. Wabuya wati
ngoko kubo u-Yesu, Inene, inene nditi kuni, Ndim
isango lezimvu. Bonke abezayo ngapambi kwam
bangamasela nezihange; ke zona izimvu azibevanga.
Ndim isango; ukuba umntu ute wangena ngam,
wosindiswa; uyakungena apume afumane utyani.
Isela alizi lingazele ukuze libé, lixéle, litshabalalise.
Mna ndizele ukuze babe nobomi, babe nabo. ke ngo-
kugqitiseleyo.

I-CAWA YO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, Ongunapakade, osipileyo tina
bantu bako ufefe lokuba siti ngesivumo senkolo
eyinene sibuxele ubuqaqauli bo-Mtriniti onguna-
pakade, siti ngamandla obungangamsha bako sinqule
u-Tixo emnye; Siyakukúnga ukuba usenze somelele
kulenkolo, uhlale usikúsela ebubini bonke, ohleli
ulaula, ungu-Tixo mnye, ngonapakade. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Isi-Tyilelo iv. 1.

EMVA koko ndabona, nango umnyango uvulekile ezulwini; lati izwi lokuqala endalivayo lalinjengelexilongo liteta nam lisiti, Nyukela apa, ndokubonisa izinto ezimele ukubako emva koku. Kwa oko ke ndaba ku-Moya; kwaye kumi i-trone ezulwini, pezu kwe-trone kukó ohleliyo. Waye lowo uhleliyo, ukubonakala kwake, efana nelitye le-yaspisi nelesardiyo, waye umnyamá ungqonga i-trone leyo, ufana nelitye le-smarado ukubonakala kwawo. Zazikó ne-trone ezimashumi mabini anane zingqonga i-trone leyo, nasezi-troneni ezo ndabona amadoda amakulu amashumi mabini anane ehleli, ezambete ingubo ezimhlope, enezitsaba ze-golide entloko. Nase-troneni apo kupuma imibane nendudumo nezandi; kuvuta izibane zomlilo ezisixénxe pambi kwe-trone, ezingabo o-Moya abasixénxe baka-Tixo. Pambi kwe-trone kukó ulwandle lwe-gilasi lufana nomkence; esazulwini se-trone apo nangenxa zonke kukó izinto ezipilileyo zizine, zizele ngamehlo ngapambili nangesemva. Eyokuqala into epilileyo ifana nengonyama, eyesibini into epilileyo ifana netóle, eyesitatu into epilileyo inobuso ngati bobomntu, eyesine into epilileyo ifana nokózi lupapazela. Zaye zozine izinto ezipilileyo, iyileyo naleyo, zinamapiko amatandatu ngenxa zonke, nangapakati zizele ngamehlo, zingapumli imini nobusuku, zisiti, Ingwele, ingwele, ingwele, i-Nkosi u-Tixo u-Somandla, leyo yayikó, ikóyo, izayo. Xa sukuba izinto ezipilileyo ziyakumnika uzuko nembeko nombulelo lowo uhleli e-troneni, lowo uhlala ehleli kuse emapakadeni asemapakadeni, ayakuwa amadoda amakulu amashumi mabini anane pambi kwalowo uhleli e-troneni, aqubude kulowo uhlala ehleli kuse emapakadeni asemapakadeni, apóse izitsaba zawo pambi kwe-trone,

esiti, Ufanele, Nkosi, ukwamkela uzuko nembeko namandla; ngokuba inguwe owadala zonke izinto, nangenxa yokutanda kwako zikó, zadalelwa oko.

I-VANGELI. U-Yohane Ongewele iii. 1.

KWAYE kukó ke umntu wakuba-Farisi ogama lingu-Nikodemo, umpáti wama-Yuda. Lowo weza ku-Yesu ebusuku, wati kuye, Mfundisi, siyazi ukuba ungumfundisi ovela ku-Tixo, kuba akukó namnye unako ukuyenza lemiqondiso uyenzayo wena, ukuba u-Tixo akanaye. Wapendula u-Yesu wati kuye, Inene, inene nditi kuwe, Ukuba akatanga umntu azalwe ngokutsha, akanakububona ubukumkani buka-Tixo. Uti u-Nikodemo kuye, Angatnina umntu ukuzalwa emdala, angaba nako yinina ukungena okwesibini esizalweni sonina azalwe? Wapendula u-Yesu wati, Inene, inene nditi kuwe, Ukuba umntu akatanga azalwe ngamanzi nangu-Moya, akanakungena ebukumkanini buka-Tixo. Okuzelwe yinyama kuyinyama, nokuzelwe ngu-Moya kungumoya. Ungamangaliswa kukuba ndié kuwe, Nimelwe kukuti nizalwe ngokutsha. Umoya upépéza apo utanda kóna, uze usive isandi sawo, ungawazi apo uvela kóna, nalapo usinga kóna: bakwanjalo bonke abazelwe ngu-Moya. Wapendula u-Nikodemo wati kuye, Zingati-nina ezizinto ukuba nokubakó? Wapendula u-Yesu wati kuye, Wena ungumfundisi nje wakwa-Sirayeli, akuzazi na ezizinto? Inene, inene nditi kuwe, Siteta esikwaziyo, siqine esikubonileyo, nisuke ningabamkeli ubunqina betu. Ukuba ndinixelele izinto ezisemhlabeni, naza anakólwa; noti-nina ukukólwa, ukuba ndite ndanixelela izinto eziseszulwini? Akukó namnye unyukileyo waya ezulwini, ngulowo yedwa wehla epuma ezulwini, u-Nyana womntu lowo usezulwini. Njengokuba ke u-Moses

wayipakamisayo inyoka entlango, umelwe kukupakanyiswa ngokunjalo u-Nyana womntu; ukuze bonke abakólwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunapakade.

EYOKUQALA I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, ongamandla abo bonke abatembela kuwe, yamkela ngetafu imitandazo yetu; uze uti ekubeni singenako ngenxa yobutataka betu ukweza nanye into elungileyo ngapandle kwako, usipé uncedo lofefe lwako, siti ekuyigcineni imiteto yako, sikhólise ngentando nangezenzo zetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu *Amen*.

I-NCWADANA. 1 Ka-Yohane Ongewelevi iv. 7.

ZINTANDA, masitandane; ngokuba utando lwapuma ku-Tixo; bonke abanotando bazelwe ngu-Tixo, bayamazi u-Tixo. Lowo ungenalutando akamazanga u-Tixo, ngokuba u-Tixo ulutando. Kwabonakaliswa ngalento ukusitanda kuka-Tixo, ngokuti u-Tixo amtume emhlabeni u-Nyana wake okupela kwamzeleyo, ukuze sidle ubomi ngaye. Utando lulapa, kungekukuba samtandayo u-Tixo tina, kukuba wasitandayo yena, wamtuma u-Nyana wake ukuba abe sisizi sezono zetu. Zintanda, ukuba wenjenjalo u-Tixo ukusitanda tina, nati sifanele ukutandana. Akukó namnye owaká wambona u-Tixo; ukuba siti sitandane, u-Tixo uhleli kuti, notando lwake lugqibelele ngapakati kwetu. Sazi ngalento ukuba sihleli kuye, naye uhleli kuti; ngokuba usinikile oko-Moya wake. Sibonile tina, siyanqina ukuba u-Yise umtumile u-Nyana ukuba ngu-Msindisi womhlaba. Ote

wavuma ukuba u-Yesu unguye u-Nyana ka-Tixo; u-Tixo uhleli kuye, naye uhleli kuye u-Tixo. Sikwazile tina sakólwa kukusitanda kuka-Tixo. U-Tixo ulutando; iowo uhleli elutandweni uhleli kuye u-Tixo, u-Tixo ke uhleli kuye. Lugqibelele ngalento utando olukuti, ukuze singabi nakoyika ngomhla womgwebo; ngokuba njengoko anjalo yena, sinjalo nati kulomhlaba. Akukó loyiko elutandweni; lusuka utando olugqibeleleyo lulupöse pandle uloyiko, ngokuba uloyiko lunesohlwayo; lowo ke woyikayo akagqibelele elutandweni. Tina siyamtanda, ngokuba yena wasitanda kuqala. Ukuba umntu uti, Ndiyamtanda u-Tixo, wantiya umzalwane wake, ulixoki; kuba lowo ungamtandiyo umzalwana wake ambonileyo, angati-nina ukumtanda u-Tixo angambonanga? Nguwo lo umteto esinawo uvela kuye, ukuba ati lowo umtandayo u-Tixo amtande nomzalwane wake.

I-VANGELI. U-Luka Ongewelevi xvi. 19.

KWABE kukó umntu osityebi, ohevata ezibomvu neze-linen, esidla izimnandi imihla yonke. Bekukó ke ihlwempu elitile eligama lingu-Lazaro, elalibekwa esangweni lake lizele zizilonda, linqwenela ukuhlutiswa ngemvutuluka eziwa e-tafileni yesityebi eso; zibe zisiti izinja zize zikóte izilonda zalo. Kekaloku, lati lafa ihlwempu eli, lasiwa zi-ngelosi esifubeni sika-Abraham; safa ke nesityebi sancwatywa. Site sikwelabafileyo, sapakamisa amehlo aso sisentutumbeni, sambona u-Abraham ekude, eno-Lazaro esifubeni sake. Samemeza sona sati, Bawc Abraham, ndenzele inceba, utume u-Lazaro, ukuba ati-nxu incam yomnwe wake emanzini, apolise ulwimi lwam; ngokuba ndiyatutunjelwa kwelilangatywe. Uté ke u-Abraham, Mntwanam, kumbula ukuba wena wazifncelela ebomini bako izinto zako

ezilungileyo, no-Lazaro ngokukwanjalo izinto ezimbi; ngoku ke yena uyatutuzelwa, wena ke uyatutunjelwa. Kananjalo ngapandle kwalento yonke, pakati kwetu nani kutwe-zinzi umfanta omkulu, ukuze aba batanda ukupumela, besuka apa besiya kuni, bangabi nako; bati nabalapo bangabi nakuwelela kuti. Sati, Ndiyakucela ngoko, bawo, ukuba umtume endlwini kabawo, kuba ndinabazalwana abahlanu; ukuba abaqononondise, ukuze bangati nabo beze kulendawo yentutumbo. Ati u-Abraham kuso, Bano-Moses naba-profite, mabeve bona. Site ke sona, Hayi, bawo Abraham; ukuba kute kwaya kubo ovela kwabafileyo, boguquka. Ute ke kuso, Ukuba u-Moses naba-profite ababeva, abayikoyiseka nokuba kute kwavuka bani kwabafileyo.

EYESIBINI I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, ongazange uyeke ukunceda nokubalaula bonke abakuhlonelayo bekutanda; Sikusele, siyakukunga, ngokusinonelela kwako, usenze ukuba sihlale silihlonela silitanda i-Gama lako elingwele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. 1 Ka-Yohane Ongewele iii. 13.

NINGAMANGALISWA, bazalwana bam, ukuba umhlaba unityiyele. Tina siyazi ukuba sidlule ekufeni, sangena ebomini, ngokuba sibatanda abazalwana; lowo ungamtandiyi umzalwana wake uhleli ekufeni. Bonke ababatiyayo abazalwana babo bazibulala-mntu; niyazi ukuba sonke isibulala-mntu asinabomi bungunapakade buhleliyo kuso. Ngalento silwazile utando, ukuba yena wasincamela ubomi bake,

nati ke sifanele ukubancamela abazalwana ubomi betu. Osukuba ke enayo impilo yalomhlaba, ambone umzalwana wake eswele, angampati ngobubele, luti-nina ukuhlala utando luka-Tixo ngapakati kwake? Batwana bam, masingatandi ngazwi nangamlomo, masingatande ngomsebenzi nangenyano. Siyazi ngalento ke ukuba sinobenyaiso, sizonwabise intliziyo zetu pambi kwake; nokuba ukuba intliziyo yetu iyasi-gweba, u-Tixo umkulu kunintliziyo yetu, ezazi into zonke. Zintanda, ukuba intliziyo yetu ayisigwebi, sinetemba eliqinis-kileyo pambi ko-Tixo; noko sikucelayo siyakwamkela kuye, ngokuba imiteto yake siyigcina, sizenze izinto ezikolekileyo emehlweni ake. Nguwo lo umteto wake ukuba sikolwe kwi-Gama lo-Nyana wake u-Yesu Kristu, sitandane, njengoko wasiwiselayo umteto. Lowo uyigcinayo imiteto yake uhleli kuye, naye *uhleli* kulowo; sazi ngalento ke ukuba uhleli kuti, ngo-Moya lo wasinikayo.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xiv. 16.

UMNTU otila wenza isidlo esikulu, wamema abaninzi; wasusa umkonzi wake ngelixa lesidlo ukuba aye kuti kwabamenyiweyo, Yizani, ngokuba konke sckulungisiwe. Baqala bonke ngakunye ukuzilandulela; owokuqala wati kuye, Nditenge intsimi, kufuneka ukuba ndipume ndiye kuyibona; ndiyakucela mandibe ngolandulelwayo. Wati omnye, Nditenge inkomo ze-dyokwe ezintlanu, ndiya kuziva; ndiyakucela mandibe ngolandulelwayo. Wati omnye, Ndizeke umfazi; ngenxa yoko andinakuza. Efikile lomkonzi, wayibikela inkosi yake ezondawo. Wandula waqumba umnini-ndlu, wati kumkonzi wake, Puma kamsinya uye ezi-trateni nakwizi-tratana zomzi, uqukelele apa amahlwempu nezilima neziqwalala

nemfama. Wati umkonzi, Nkosi, kwenzeka njengoko ubumisile, kanti kusekó indawo. Yati inkosi kumkonzi lowo, Puma uye ezindleleni, nasezintangweni, ubanyanzele bangene, ukuze indlu yam izale. Kuba nditi kuni, akukó nanye kulomadoda abemenyiwe eyakusiva isidlo sam.

EYESITATU I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakukúnga ukuba usive ngetaú; wenze ukuba tina wasinikayo umoya wokutandaza, sikúselwe sonwatyiswe ngamandla ako ezingozini nasemashweni onke; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. I Ka-Petros Ongewele v. 5.

TOBELANANI nonke, nambate ukutobeka kwentliziyo; ngokuba u-Tixo uyabacása abaneratshi, ke abatobekileyo uyabapá ufefe. Zitobeni ngoko ngapantsi kwesandla esinamandla sika-Tixo, ukuze anipakamise ngexesha elifanelekileyo; lonke ixála lenu lipóseni pezu kwake, ngokuba uyanikátalela yena. Yibani nobuncátu, nilinde; ngokuba ummangaleli wenu, u-Satana, uhamba njengengonyama egqumayo, efuna ubani angamginyayo; mcáseni lowo, nizimasekile elukólweni, nisazi ukuba kwa ezontlunga ziyafezwa kubo abazalwana benu abasemhlabeni. Kekaloku, u-Tixo walo lonke ufefe, owasibizelayo eluzukweni lwake olungunapakade siku-Yesu Krustu, wanga angati ngokwake, nakuba nivile ubunzima umzuzwana, anilungise nigqibelele, anizimase, anomeleze, anisekele. Kuye makubekó uzuko namandla kude kube ngunapakade. *Amen.*

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xv. 1.

KEKALOKU, babesondela kuye bonke ababuti be-iafu naboni, ukuba bamve. Babcúfa ke abafarisi nababáli, besití, Lo wamkela aboni adle nabo. Wateta ke kubo lomzekeliso, esití, Nguwupina umntu kuni oti, enekulu lezimvu ize kulahleke enye kuzo, angazishiyi ezingamashumi asitoba anesitoba entlango, asinge kuleyo ilahlekileyo ade ayifumane? Ati ke, akuyifumana, ayibeke emagxeni ake evuya. Ati, akufika ekáya, ababizele ndawonye abahlobo nabamelwane, esití kubo, Vuyisanani nam; ngokuba ndiyifumene imvu yam ebilahlekile. Ndití kuni, ngokukwanjalo kuyakubakó uvuyo ezulwini ngomoni emnye oguqukayo, kunamashumi asitoba anesitoba amalungisa angaswele nguquko. Kanjalo nguwpina umfazi enamaqósha e-silvere alishumi, ongeti, ukuba lite lalahleka elinye lawo, alumeke isibane, ayitshayele indlu, afune enyamekile ade alifumane? Ati akulifumana, ababizele ndawonye abahlobo nabamelwane, esití, Vuyisanani nam, ngokuba ndilifumene iqósha le-silvere ebelindilahlekile. Ngokukwanjalo ndití kuni, kubakó uvuyo emehlweni e-ngelosi zika-Tixo ngomoni emnye oguqukayo.

EYESINE I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TXIXO, obakúselayo bonke abatembela kuwe, eku-geké nto inokuqina nenokuba ngewele ngapandle kwako; Songeze inceba yako, usilaule usikokele, size sithi ukuzipáta kwetu kobubomi, singapósani nobomi obungunapakade: Kwenze oku, Bawo wasezulwini, ngenxa ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma viii. 18.

NDIGQIBA kweliti, intlungu zelixesha lakaloku-nje azinakulinganiswa nozuko olu luzakutyilwa kuti. Kuba ukulangazelela kwendalo kulinde ukutyileka konyana baka-Tixo. Kuba indalo yalulanyiselwa kungeluto, kungengakuvuma kwayo, kungenxa yowayilulamiso, inetemba, lokuba nendalo ngokwayo iyakukululwa ebukobokeni bokonakala, isingiswe enkululekweni yozuko lwabantwana baka-Tixo. Kuba siyazi ukuba yonke indalo iyancwina inenimba kunye unangoku. Asiyiyo ke yodwa, sisuke nati sinalo ulibo lo-Moya, tin' aba ke ngokwetu, sincwine ngapakati kwetu, silinde ukwenziwa onyana, inkululeko yomzimba wetu ke leyo.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele vi. 36.

NNGOKO ke yibani nenceba, njengokuba naye u-Yihlo enenceba. Musan' ukugweba, naye ningasayikugwetywa; musan' ukusingela pantsi, naye ningasayikusingelwa pantsi; xolelani, naniyakuxolelwa. Yipani, naniyakupiwa nani, umlinganiselo omhle, ohlohliweyo, ohlunguzelweyo, opalalayo nowuphiwa esondweni lengubo yenu; kuba umlinganiselo enilinganisela ngawo niyakulinganiselwa kwa ngawo nani. Kekaloku wateta umzekeliso kubo, esiti, Ingaké ibe nako na imfama ukukokela imfama? aziyikuti na zombini zeyele emhadini? Akukó mfundi umkulu kumfundisi wake; ke wonke olungiswe kwapéla uyakuba njengomfundisi wake. Yinina ke ukuba usibone isibi esisesweni lomzalwana wako, kanti ke wona umqadi okwelako iliso akuwugqali? Ungati-nina ukuba nako ukuti kumzalwana wako, Mzalwana, yeka ndisikúpe isibi esisesweni lako, ungawuboni nje wena umqadi okwelako iliso? Mhanahanisindini, wukúpe kuqala umqadi lowo

esweni lako, wand' ukubona kakuhle ukusikúpa isibi esisesweni lomzalwana wako.

EYESIHLANU I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

YENZA, Nkosi, siyakutandaza, ukuba imeko yomhlaba wonke ipátwe nguwe ngoxolo, ize i-Kerike yako ikukonze ngokonwaba nangokuhlonela wena; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. 1 Ka-Petros Ongewele iii. 8.

CINGANI nto nye nonke, velanani, tandani abazalwana, yibani nemfesane, yibani nobubele; ningabuyekezi ububi ngobubi, nokutshabisa ngokutshabisa; kanye ke sikelelani, nisazi ukuba nabizelwa oku, ukuze niyidle ilifa intsikelelo. Kuba lowo unga angatanda ubomi, abone imihla elungileyo, makalupezise ulwimi lwake ebubini, nomlomo wake ungateti inkohliso; makashenxe ebubini, enze okulungileyo; makalufune uxolo, aluputume. Ngokuba amehlo e-Nkosi apezu kwamalungisa, nendlebe zayo zisingiselele esikungweni sawo; ke ubuso be-Nkosi bucása abenza okubi. Kananjalo ngubanina yena owonona, ukuba nite naba ngabalandeli bokulungileyo? Nokuba nite neva ubunzima ngenxa yobulungisa ninenyweba; musan' ukoyika ngokoyikisa kwabo, ningakatazeki nokukatazeka; i-Nkosi ke u-Tixo yingcwaliseni ezintliziyweni zenu.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele v. 1.

KEKALOKU kute, ekubeni bemxinile abantu besiza kuva ilizwi lika-Tixo, wesuka wema ngasedikeni lase-Genesarete. Wabona imikómbe

emibini imi ngasedikeni apo; babe ke ababambisi bentlanzi bepumile kuyo, behlamba iminata yabo. Wati ke, engene komnye umkômbé owawungoka-Simon, wamcela ukuba aké akwélelise kancinane emhlabeni; waza ehleli pantsi, wayebafundisa abantu esemkômbeni apo. Akupeza ke ukuteta, wati ku-Simon, Kwélelisela enzulwini, nihlise iminata yenu kubanjiswe. Wapendula u-Simon wati kuye, Mongameli, sibulaleke ubusuku bupéla, asabamba nento; kodwa ngelako ilizwi ndiyakuwuhlisa umnata. Bati, bakukwenza oko, bavingcele inkita enkulu yentlazi, wawuqáqéka ke umnata wabo. Bakôba amahlulelana abo abe komnye umkômbé, ukuba eze kuncedisana nabo. Beza bayizalisa imikômbé yomibini, yada yafuna ukutshona. Ute ke akukubona oko u-Simon Petros, wawa emadolweni ka-Yesu, esiti, Mka kum, ngokuba ndiyindoda engumoni, Nkosi. Kuba wetúsua yena kwa nabo bonke ababenaye ngobanjiso lwentlanzi ezo bazibambisayo. Baba kwanjalo ke no-Yakobi no-Yohane, onyana baka-Zebedi, ababengamadlelane no-Simon. U-Yesu wati ku-Simon, Mus' ukoyika; uyakuti utabatela kwelishesha ubambise abantu. Bakuyifikisa imikômbé emhlabeni, bashiya into yonke, bamlandela.

EYESITANDATU I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, obalungiseleyo abakutandayo izinto ezigqita ezingqondo zabantu ngokulunga kwazo: Galela ezintliziyweni zetu ukukutanda kangaka, ukuba siti, sitanda wena nje ngapezu kwento zonke, sizizuze ezonto uzitembisileyo ezigqite kuko konke ukunqwanela kwetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma vi. 3.

A NAZI na ukuba tina sonke sabáptizelwayo ku-Kristu Yesu, sabáptizelwa ekufeni kwake? Ngoko ke sancwátywa naye ngokubáptizelwa ekufeni; ukuze, njengokuba u-Kristu wavuswayo kwabafileyo ngalo uzuko lo-Yise, siti ngokunjalo nati sihambe sinobomi obutsha. Kuba xa similiselwe kuye ngentsobi yokufa kwake, somiliselwa kuye nangeyokuvuka kwake; sikwazi nje oku, ukuba umntu wetu omdala wabetelelwa emnqamlezweni kunye naye, ukuze umzimba wesono upútiswe, size singabi sasikonza isono; kuba owafayo ugwetyelwe wakúlulwa kuso isono. Ukuba ke safe kunye no-Kristu, siyakólwa ukuba sodla ubomi kwa kunye naye; sisazi nje ukuba u-Kristu evusiwe kwabafileyo akabi safe, ukufa akusampáti ngabukosi. Kuba ukufa awakufayo, wafa kwisono kwaba kanye; ubomi ke abudlayo, ubudlela ku-Tixo. Ngokunjalo nani zibaleleni ekutini ningabafileyo okunene kwisono; kodwa ningabadla ubomi ku-Tixo niku-Kristu Yesu i-Nkosi yetu.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele v. 20.

WATI u-Yesu kubafundi bake, Ukuba ubulungisa benu abutanga bugqite kakulu kobabáli naba-Farisi, anisayikuza ningene ebukumkanini bezulu. Nivile ukuba kwatiwa kumanyange, Uz'ungabulali; woti ote wabulala abe sisulu somgwebo. Ke mna nditi kuni, Wonke umntu ofumana amqumbele umzalwana wake, woba sisulu somgwebo; oti ke kumzalwana wake, Ntwingento, woba sisulu sentlanganiso yamatyala; oti ke, Siyatándini, woba sisulu sesihogo somhilo. Ngoko xa sukuba uwuzisa amnikelo wako esibingelelweni, wati ulapo wakumbula ukuba umzalwana wako unendawo ngakuwe, wushiye

apo umnikelo wako pambi kwesibingelelo, uhambe uye uxolelane nomzalwana wako kuqala, wand'ukuza ke uwuzise umnikelo wako. Lungisana kamsinya nokumangaleleyo, usesendleleni naye; hleze ummangaleli lowo akunikele emgwebini, aze umgwebi akunikele kumsila, uze uposwe entolongweni. Inene nditi kuwe, Akusayikuké upume kóna apo, ude uhlaule nemalanana yokugqibela.

EYESIXENXE I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, Somandla, oyi-Mbangi no-Mniki wento zonke ezilungileyo; Milisela ezintliziyweni zetu ukutanda i-Gama lako; songeze umoya wokukunqula, usondle ngako konke ukulunga, usenze ngetaru lako elikulu sihlale sihleli kuko; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma vi. 19.

NDITETA ngokwabantu ngenxa yobulwelwe benyama yenu; kuba njengoko nawanikelayo amalungu enu ukuba abe ngabakonzi bako ukuncóla nokucás' umteto, ukuba nicás' umteto, ngokunjalo kalokunje wanikeleni amalungu enu ukuba abe ngabakonzi kubo ubulungisa, ukuba ningwaliseke. Kuba oko nibe ningabakonzi besono, beningabakúlulekileyo kubo ubulungisa. Naninasiqámo sinina ke ngeloxesha ngezizinto ninentloni ngazo ngoku? kuba isipélo sazo kukufa. Kaloku ke, nikúlulwe nje kuso isono, naza nakonziswa ku-Tixo, ninaso isiqámo senu sokuba ningwaliseke; isipélo ke sibe bubomi obungunapakade. Kuba umvuzo wesono kukufa; ke sona isipé sika-Tixo bubomi obungunapakade ku-Kristu Yesu i-Nkosi yetu.

I-VANGELI. U-Marko Ongcwele viii. 1.

NGALOMIHLA, bebaninzi kakulu abantu, bengenanto bangayidlayo, u-Yesu wababizela kuye abafundi bake, wati kubo, Ndisikwa yimfesane ngenxa yabantu; ngokuba sekuntsuku ntatu behleli nam bengenanto bangayidlayo; ukuba ndite ndabandulula baya emakayeni abo bengadlanga, botyafa endleleni; kuba inxenyé yabo ivela kude. Bampendula abafundi bake, besiti, Wokuzuzana pina umntu ukuba nako ukubahlutisa aba ngezonka entlango apa? Wayebabuza esiti, Zingapina izonka eninazo? Bati ke bona, Zisixénxe. Wabatetela abantu ukuba bahlale pantsi emhlabeni; wazitabata izonka zosixénxe, wabulela, waqékeza, wanika abafundi bake, ukuze babeke pambi kwabo; babeka ke pambi kwabantu. Baye benentlanzana ezimbalwa; akuba esikelele, wati mazibekwe pambi kwabo nazo. Badla ke bahluta; basusa amaqékeza aseleyo ingobozi zasixénxe. Kekaloku abo babesidla ngati babe mawaka mane; wabandulula.

EYESIBOZO I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, oti ngokwazelelela kwako okungapéliyo ukulungise konke okusezulwini nokusemhlabeni; Siyakukúnga ukuba ususe kuti konke okungasenzakalisayo, usipé konke okungasancedayo, ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma viii. 12.

BAZALWANA, singabanetyala, kodwa kungekuyo inyama, ukuze sipile ngokwenyama. Kuba xa nipila ngokwenyama nizakufa; ke ukuba niyazibulala

ngo-Moya zife intlondi zomzimba, nopila. Kuba bonke abakokelwa ngu-Moya ka-Tixo, bangonyana baka-Tixo abo. Kuba anamkelanga umoya wobu-kóboka, ukuba nibuye noyike; namkele umoya wokwenziwa onyana esidanduluka ngawo, siti, Abba, Bawo. U-Moya ngokwake unqinelana nomoya wetu, ukuba singabantwana baka-Tixo. Ukuba ke singabantwana, sikwazindla-mafa, indla-mafa zika-Tixo, indla-mafa ke kunye no-Kristu; ukuba okunene siva ubunzima kunye naye, ukuze sizukiswe nokuzukiswa kunye naye.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongewele vii. 15.

BALUMKELENI aba-profite ababuxoki, abeza kuni ngezambato zegusha, ngapakati ke bezincúka eziqiwengayo. Nobaqonda ngeziqámo zabo. Kekukiwe i-diliya emitaneni enameva, namakiwane ezinkunzaneni yinina? Ngokunjalo yonke imiti elungileyo ivelisa iziqámo ezihle, ke wona umti ongenguwo uvelisa iziqámo ezibi. Umти olungileyo awunakuvelisa ziqámo zibi, nomti ongenguwo awunakuvelisa ziqámo zihle. Wonke umti ngavelisi ziqámo zihle uyagaulwa, upóswe emlilweni. Ngoko ke nobaqonda ngeziqámo zabo. Asingabo bonke abati kum, Nkosi, Nkosi, abayakungena ebukumkanini bezulu; ngokwenzayo ukutanda kuka-Bawo osezulwini.

EYESITOBA I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakubongoza, sipé umoya wokucinga nokwenza okulungileyo ngamaxa onke; size siti, singenakwenza nto ilungileyo ngapandle kwako, sibe namandla ókuhlala ngokwentando yako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. I Kwabase-Korinte x. 1.

ANDITANDI ukuba ningazi, bazalwana, ukuba obawo babepantsi kwelifu bonke; balucanda ulwandle bonke; babáptizelwa bonke kuye u-Moses efini elo naselwandle; badla bonke okokudla kunye kukokomoya; basela bonke ololuselo lunye lulolomoya; kuba babesela kwiliwa elilelomoya elibe libalandela, iliwa elo ke lalinguye u-Kristu. Kanti noko u-Tixo akakóliswanga ngabona baninzi; kuba batiwa-waca entlango apo. Ezizinto ke zabe ziyimizekelo kuti, ukuze singabi ngabakanuki bezinto ezimbi, njengokuba bakanukayo bona abo. Kanjalo ningabi ngababusi bezitixo njengexenye yabo, njengokuba kubáliwe *kwatiwa*, Abantu bahlala pantsi ukuba badle basele, baza besuka bema ukuba badlale. Kanjalo masingenzi mbulo, njengokuba inxenye yabo yenza umbulo, kwawa ngamini nye amawaka amashumi mabini anamatatu. Kanjalo masingambhendi u-Kristu, njengokuba inxenye yabo yahendayo, yaza yatshabalala zinyoka. Kanjalo ningaórofi, njengokuba inxenye yabo yaórayo, yaza yatshabalala ngumtshabalalisi. Zonke ke ezonto zabahlelayo bona beziyimizekelo; zabálelwa ke ukululeka tin'aba bafikelweyo zizipélo zawo amapakade. Ngoko ke oba umi, makalumke angawi. Anibanjwanga sihendo singesesabantu. Utembekile ke u-Tixo, ongayikuvumela ukuba nihendwe ngapezu kweninako; owoti kunye nesihendo eso avelise ituba lokupuma kuso ukuba nibe nako ukunyamezela.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xvi. 1.

WATI u-Yesu kubafundi bake, Kwaye kukó umntu otile osityebi obenegosa; laza lona lancetezwa kuye, ukuba lingoyicitayo impahla yake. Elibizile ke wati kulo, Yinto-nina le ndiyivayo ngawe?

káwenze ingxelo yobugosa bako; kuba akusayikuba saba ligosa. Latí ke igosa ngapakati kwalo, Ndiyakuti-nina, ngokuba inkosi yam iyabuhluta ubugosa kumí? ukumbá kundikohlile, ukunqiba ndinentloni. O! ndiyayazi into endiyakuyenza, ukuze xa ndite ndakútshwa ebugoseni, bandamkele ezindlwini zabo. Libabizele kulo ngabanye abanetyala enkosini yalo, latí kowokuqala, Unetyala elingakananina enkosini yam? Uté ke yena, Likulu le-bate ze-oli. Latí kuye, Tabata incwadi yako, uhlale pantsi msinya, ubále amashumi amahlanu. Emva koko latí komnye, Wena ke unetyala elingakananina? Uté ke yena, Likulu le-kore zenqólowa. Latí kuye, Tabata incwadi yako, ubále amashumi asibozo. Yaza inkosi leyo yalincoma igosa elingalungisiyo, ngokuba lenza ngokuqonda; ngokuba onyana belipakade benokuqonda kwesabo isizukulwana ngapezu konyana bokukánya. Nam ndití kuni, Zenzeleni izihlobo ngabo ubutyebi bokungalungisi, ukuze xa nite napéla namkelelwe kumakáya angunapakade.

EYESHUMI I-CAWA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, zanga zingati indlebe zako, ngetafu lako zivulekele imitandazo yeziqaka zako; uz'uti, ukuze zikuzuze oko zikucelayo, uzenze ukuba zikucele oko ukutandayo wena; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. 1 Kwabase-Korinte xii. 1.

KE ngezipo ezizezo-Moya, bazalwana, anditandi ukuba ningazi. Niyazi ukuba nibe ningabe-Ntlanga, nikúkuliselwe ezitixweni ezingenakuteta, njengoko nisakuti nikokelwe ngako. Kungoko ndina-

zisayo, okokuba akukó namnye, eteta eku-Moya ka-Tixo, unokutí ungosingelwe pantsi u-Yesu; kanjalo akukó namnye unako ukutí uyi-Nkosi u-Yesu, engekuye u-Moya Oyingewe. Kekaloku kukó izabelo ngezabelo zezipo, kodwa ke ikwangulo-Moya mnye. Kukó nezabelo ngezabelo zobukonzi, pofu ikwayilo-Nkosi inye. Kukó nezabelo ngezabelo zentsebenzo, kodwa ke ikwangulo-Tixo mnye uzisebenzayo into zonke kubo bonke. Elowo ke upiwa ukuba abonakalise u-Moya, kuze kubekó okulungele *bonke*; kuba omnye okunene upiwa ngaye u-Moya ilizwi lobulumko, kodwa ke omnye ilizwi lokwazi kwa ngalo-Moya; wumbi ke upiwa ukólo kwa ngalo-Moya; omnye ke izipo zezipiliso kwa ngalo-Moya; omnye ke upiwa ukwenza imisebenzi yamandla, omnye ke izi-profitó; omnye ke ukucalula omoya; wumbi ke intlobo zelwimi; omnye ke ukucaciswa kwelwimi. Zonke ke ezonto zisetyenzwa kwa ngalo-Moya mnye, emabela elowo ngokwake njengoko atandayo.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xix. 41.

WATI akusondela wawubona umzi wawulilela, esiti, Akwaba ubusazi nawe lo, kwangayo yona lemini yako, izinto ezizezoxolo lwako, ke kungoku zifihliwe emehlweni ako! Ngokuba uyakufikelwa yimihla, eziyakuti intshaba zako zikubiyele ngodonga, zikungqinge, zikuxine ngenxa zonke, zikukáhlele pantsi wena, nabantwana bako pakati kwako; zingashiyi nelitye pezu kwelitye pakati kwako, ngenx' enokuba ungalazanga ixesha lokuvelelwa kwako. Waza eye kungena e-tempileni, waqala ukubakúpa abo babetengisa kuyo nababetenga, esiti kubo, Kubáliwe *kwatiwa*, Indlu yam yindlu yokutandaza; ke nina niyenze umqolomba wezihange. Wayefundisa imihla ngenihla e-tempileni apo.

I-CAWA YESHUMI ELINANYE EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, okólisa ukubonakalisa amandla ako ngokusenzela inceba; Sincede ngobubele bako, size siti, sihamba ngendlela yemiteto yako, sizifumane ezonto uzitembisileyo, sibe ngabamkeli bobutyebi bako basezulwini; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. I Kwabase-Korinte xv. 1.

BAZALWANA, ndiyanzisa i-Vangeli endayishumayela kuni, nayamkela nokuyamkela, nimiyo nokuma kuyo, nisindiswayo nokusindiswa ngayo, ukuba niyibambile ngelizwi endayishumayela ngalo kuni, ukuba anite nafumana nakólwa. Kuba ndanikela kweziyintloko izinto oko ndakwamkelayo ngokwamkela, okokuba u-Kristu wazifela izono zetu ngokwezi-Bálo, nokokuba wancwátywa, nokokuba wavuka ngomhla wesitatu ngokwezi-Bálo; nokokuba wabonwa ngu-Kefas, emva koko ngabalishumi elinababini. Emva koko wabonwa ngaxesha linye ngabazalwana abangapezu kwamakulu amahlanu, abasalileliyo nangoku abona baninzi kubo, inxenye ke yalala ukufa. Emva koko wabonwa ngu-Yakobi, kamva ngabo bonke aba-postile. Ekugqibeleni ke kwabo bonke, kwanga kukwinto ezelwe lingekabi lixa layo, wabonwa nandim. Kuba mna ndingoyena mecinane kuba-postile, endingafanele kubizwa ngokuba ngum-postile, ngenx' enokuba ndayitshutshisa i-Kerike ka-Tixo. Ke ngofefe luka-Tixo ndiyinto endiyiyo, nofefe lwake kum alwafumana lwabakó, ndesuka ndabagqita bonke ngokubulaleka, ingendim ke, ilufefe

luka-Tixo olunam. Kengoko, nokuba ndim, nokuba ngabo, senjenjalo tina ukushumayela, nenjenjalo ke nina ukukólwa.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xviii. 9.

U-YESU wateta lomzekeliso kwabatile abebezitembe ngokuti ngapakati kwabo bangamalungisa, basuke babenze into engento abanye. Amadoda amabini enyuka aya e-tempileni, esiya kutandaza; enye ingum-Farisi, enye ingumbuti we-fafu. Um-Farisi ezimise yedwa wayetandaza, esiti, Tixo, ndiyabulela kuwe, ukuba ndingenjengabanye abantu, abapangi, abangemalungisa, abafexezi, ndingenjengaye nalombuti we-fafu. Ndizila ukudla kabini nge-veki, ndinikela izishumi zako konke endikuzuzayo. Waye umbuti we-fafu emi kude engatandi nokupakamisela amehlo ake ezulwini, wayebeta esifubeni sake, esiti, Tixo, yiba netafu kum, mna moni. Nditl kuni, Wehla lo waya endlwini yake egwetyelwe yena kunalowa; ngokuba wonke umntu ozipakamisayo uyakutotywa; nozitobayo ke uyakupakanyiswa.

I-CAWA YESHUMI ELINAMBINI EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla Ongunapakade, ohleli ulungele ukusiva tina singekaceli, osibabalayo singafanele nokufanela; Galela pezu kwetu ubuninzi benceba zako, usixolele ezozono zoyikwa zizazela zetu, usipé ezonto zilungileyo esingafanele kukuzicela, kupéla ngemfaneleko yo-Mlamleli wetu, u-Yesu Kristu, u-Nyana wako, i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. 2 Kwabase-Korinte iii. 4.

SINETEMBA elinjalo ke ku-Tixo ngaye u-Kristu; ukutsho anditi, sikulingene ngokwetu ukucamanga nto engati ipuma kuti ngokwetu; ukulingana kwetu oko kupuma ku-Tixo, osenze sakulingana ukuba ngabakonzi bomnqopiso omtsha, singabi ngabobalo nje kodwa, sibe ngabomoya; kuba ubalo lona lubulala, umoya ke udliisa ubomi. Kekaloku ukuba ubukonzi obo bubulalayo, obabalwa, barolwa ematweni, beza bunobuqaqauli, ngokokude onyana baka-Sirayeli bangabi nakuqwalasela ebusweni buka-Moses ngenxa yobuqaqauli bobuso bake, ubuqaqauli ke obebuza kubanga; bungati-nina ubukonzi bo-Moya ukungabi nabuqaqauli ngokugqitiseleyo? Kuba ukuba ubukonzi obugwebayo bunobuqaqauli, kokukona buya ngokugqitiselela ngobuqaqauli ubukonzi bobulungisa.

I-VANGELI. U-Marko Ongcwele vii. 31.

WABUYA u-Yesu wapuma emideni yase-Tire ne-Tsidon, weza kulwandle lwase-Galili, ecanda pakati kwemida yase-Dekapoli. Bazisa ke isitulu esitintitayo, bambongoza ukuba abeke isandla pezu kwaso. Wasishenxisa ebantwini sasodwa, wafaka iminwe yake ezindlebeni zaso, wati etshicile wacukumisa ulwimi kwaso; wakangela ezulwini, wancwina, wati kuso, Efata, oko kukuti, Vuleka. Zavuleka kwa oko indlebe zaso, yacombuluka ingqambu yolwimi kwaso, sateta salungisa. Wabayala ukuba mabangaxeleli bani; kodwa okukona wabayalayo kwaba kukona bakuvakalisa ngakumbi; bakwanqiswa ngokuncamisileyo kanye, besiti, Uzenze into zonke kakuhle; uzenza nezitulu zive, nabangenakuteta batete.

I-CAWA YESHUMI ELINANTATU EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TXIXO Somandla Onetafu, ekungawe wedwa abaku-konzayo abantu bako, bakuklise; Sincede ukuba sikukonze ngokutembekileyo kobubomi, size eku-gqibeleni singapósani nezitembiso zako zasezulwini; ngayo imfaneleko ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

I-NCWADANA. Kuma-Galati iii. 16.

ENZIWA ku-Abraham amadinga nakuyo imbewu yake; akati nakuzo imbewu, ngati uteta ezinzi; usuka ngati uteta nye, ati, Nakuyo imbewu yako, ngu-Kristu ke lowo. Ukutsho ke nditi, Umnqopiso ozinzisiweyo ngenx' engapambili ngu-Tixo usingisele ku-Kristu, awunakupangwa igunya ngumteto, owabako emva kweminyaka engamakulu mane anamashumi matatu, ukuze ulibangise idinga elo. Kuba ilifa elo ukuba lipuma emtetweni, loba alisapumi edingeni, ke yena u-Tixo walinika ku-Abraham ngedinga. Uyinto-nina ngoko umteto? Walekelwa ngenxa yezigqito, ukude ifike imbewu leyo yayibekwe ngedinga; wamiswa nge-ngelosi sisandla somlamleli. Ke unlamleli akawamnye; u-Tixo ke yena mnye. Umteto ngoko ucasene na namadinga ka-Tixo? Nakanye! Kuba ukuba bekuwiswe umteto onako ukudliisa ubomi, inene ngebupume ubulungisa emtetweni lowo. Ke sona isi-Balo sazivalela ndawonye into zonke pantsi kwesono, ukuze idinga elipuma ekukolweni ku-Yesu Kristu linikwe abakolwayo.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele x. 23.

ANETAMSANQA wona amehlo abona izinto enizibonayo. Kuba nditi kuni, baninzi abaprofite nokumkani ababetanda ukubona into enizibonayo nina, abazibona; nokuva into enizivayo, abaziva. Kwati kusuke umqondisi-*mteto* otila, emlinga nokumlinga, esiti, Mfundisi, ndenze nto-nina ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunapakade? Uté ke yena kuye, Emtetweni kubálwe nto-nina? ufunda njanina? Wapendula ke wati, Uz'uyitande i-Nkosi u-Tixo wako ngentliziyo yako yonke, nangompefumlo wako wonke, nangamandla ako onke, nangengqondo yako yonke; nommelwane wako njengoko uzitanda ngako. Uté ke kuye, Upendule walungisa; yenza oko, wobudla ubomi. Kekaloku yena, etanda ukuzigwebela, wati ku-Yesu, Ngubanina ummelwane wam? Upendule ke u-Yesu wati, Umntu otila wayesihla evela e-Yerusalem, esiya e-Yeriko. Wagaxeleka ezihangeni, ezamhluba ingubo, zamxwelela, zemka zimshiya engati uza kufa. Kekaloku kwati kwehla umbingeleli ngalondlela; akumbona, wacezela paya. Kwa ngokunjalo ke nom-Levi akufika kulondawo, weza wambona, wacezela paya. Ute um-Samariya otila eseluhambeni waya kuye; wati akumbona wasikwa yimfesane. Wafika, wawabopa amanxeba ake, egalela i-oli ne-wayine, wamkwélisa kwelake i-esile, wamsa endlwini yabahambi, wamonga. Akumka ngengomso, wafola i-denariyo zambini, wamnika umnini-ndlu, wati kuye, Zumonge; nento ongati ubuye udleke yona, ndokuhlalela mna ekubuyeni kwam. Nguwupina kwabo batatu ngoko otila wena waba ngummelwane walowo wagaxeleka ezihangeni? Uté ke yena, Ngulowo wamenzela inceba. Wati ngoko u-Yesu kuye, Hamba uye kwenjenjalo nawe.

I-AWA YESHUMI ELINESINE EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, Ongunapakade, yandisa kuti ukólo, netemba, notando; nokuze sizuze oko usitembisayo, wenze ukuba sitande oko usiyalela kóna; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kuma-Galati v. 16.

KEKALOKU nditi, Hambani ngoko-Moya, naningasayikuti ke nizizalise inkanuko zenyama. Kuba inyama ikanuka ngokucásene no-Moya, u-Moya ke ucásene nenyama; ezonto ke zipambene; ukuze ningazenzi izinto enisukuba nizitanda. Ukuba ke nikokelwa ngu-Moya, aningapantsi komteto. Iyabonakala ke yona imisebenzi zenyama, eyilé; ufezezo, umbulo, ukuncóla, ubufeletyo, ukubusa kwizitixo, ukukafula, intiyo, inkani, amakwéle, imisindo, amayelenqe, imbambaniso, izahlukano, omona, ukubulala, ukunxila, indywala, nezinto ezinjengezo: endinixelelayo ngenx' engapambili, njengokuba besendinixelele kade, ukuba abazenzayo izinto ezinjalo abayikubudla ilifa ubukumkani buka-Tixo. Ke sona eso-Moya isiqámo lutando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ukulunga, intembeko, ubulali, ukuzeyisa; akukó mteto ucásene nezinto ezinjalo. Kekaloku abo ke baka-Kristu inyama bayibetelele emnqamlezweni kunye neminqweno nenkanuko zayo.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xvii. 11.

WATI u-Yesu ekuhambeni kwake ukuya e-Yerusalem, wacanda pakati kwe-Samariya nelase-Galili. Kwati engena emzini otila amhlangabeza

amadoda alishumi eneqénqa, amela mgama. Wona apakamisa izwi, esiti, Yesu, Mongameli, senzele inceba. Ewabonile ke wati kuwo, Hambani niye kuzibonakalisa kubabingeleli. Kwati ekuyeni kwawo, ahlanjululwa. Ite ke enye kuwo apo, yakubona ukuba ipilisiwe, yabuya inzukisa u-Tixo ngezwi elokulu. Yawa ngobuso ezinyaweni zake, ibulela kuye; yaye yona ingum-Samariya. Wapendula ke u-Yesu wati, Babengahlanjululwanga belishumi na? bapina ke abasitoba? Akufumanekanga na babuyileyo besiza kuzukisa u-Tixo, nguló wolunye uhlanga yedwa na? Wati kuye, Vuka, uhambe; ukólo lwako lukusindisile.

I-CAWA YESHUMI ELINESIHLANU EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

SHIYAKUKUNGA, Nkosi, ukuba uyilondoloze i-Kerike yako ngetaru lako elingapeliyo; uze uti, ngenxa yokuba tina zinto zibutataka sinokuwa ngapandle kwako, uhlale usigcina ngoncedo lwako kuzo zonke izinto ezingasenzakalisayo, usalatisse kuzo ezo zinokunceda usindiso lwetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

I-NCWADANA. Kuma-Galati vi. 11.

BONANI ukuba kukulu kokubála endinibálele ngako ngesam isandla. Bonke abatanda ukuba babe nesimilo esihle ngokwangapandle, abo ke baninyanzela ukuba naluswe; benzela nje kodwa ukuze bangatshutshiswa bona ngawo umnqamlezo ka-Kristu. Kuba kwa nabo balukayo bengawubambi umteto; batanda ukuba naluswe, ukuze baqáyise ngeyenu

inyama. Mna ke mandingaké ndiqáyise nganto, ingenguwo umnqamlezo we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ekute ngaye umhlaba kum wabetelelwa emnqamlezweni, ndati nam kumhlaba ndabetelelwa emnqamlezweni. Kuba kwabaku-Kristu Yesu akumamandla anto ukwaluka nokungaluki, into enamandla sisidalwa esitsha. Bonke ke abahamba ngalomga, makube luxolo nenceba kubo abangama-Sirayeli ka-Tixo. Elokugqiba nditi, makungabikó namnye undixámlayo; kuba mna impawu ze-Nkosi u-Yesu ndizipéte ngomzimba wam. Ufefe lwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu malube nomoya wenu, bazalwana. Amen.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongwele vi. 24.

AKUKO mntu unako ukukonza nkosi mbini; kuba eyakuyitiya lé ayitande leya, ati mhlaumbi abambebele kulé ayidele leya. Aninako ukukonza u-Tixo nobutyebi. Ngenxa yoko nditi kuni, Ningabuxáleli ubomi benu, *nisití* nodla nto-nina, nosela nto-nina; kwa nomzimba wenu, *nisití* niyakwambata nto-nina. Ubomi abukulu na kuko ukudla, nomzimba *awumkulu na* kwinto yokwambata? Yondelani ezintakeni; ngokuba azihlwayeli, azivuni, azibuteli kovimba; ukanti u-Yihlo osezulwini uyazondla; nina anizidlule kakulu na? Nguwupina ke kuni onokuti ngokuxála ongeze ebukulwini bake i-kubite ibe nye? Kanjalo yinina ukuba nixálele into yokwambata? Gqalani inyibiba zasendle ukuhluma kwazo; azibulaleki, azisonti nokusonta; ke nditi kuni, No-Solomon kubo bonke ubunewunewu bake wayengavatiswanga nanjenganye kuzo ezi. Ukuba ke incá leyo yasendle, eti namhla ibekó, ize ngomso ipóšwe eziko, wenjenjalo u-Tixo ukuyambatisa, akayikunambatisa kakulu ngakumbi na, nina balukólo

luncinane? Ningabi naxála ngoko nisiti, Sodla nto-nina, sosela nto-nina, siyakwambata nto-nina? (kuba zonke ezonto zinxányelwe zi-Ntlanga;) kuba u-Yihlo wasezulwini uyazi ukuba zonke ezonto ziyafuneka kuni. Funani ke tanei ubukumkani buka-Tixo nobulungisa bake, zaye zonke ezonto ziyakongezelelwa kuni. Ngoko ningaxáleli ingomso; kuba ingomso liyakuxálela okwalo. Buyanele imini leyo obayo ububi.

I-AWA YESHUMI ELINESITANDATU EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakukúnga, ngamana wayivelela i-Kerike yako ngosizi, wayihlambulula, wayikúsela; nasekubeni ingenakugcinakala ngapandle kwako, mayihlale ilondolozwa luncedo lobulungisa bako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Efeso iii. 13.

NDICELA ukuba ningeti amandla zimbandezelo zam ezingenxa yenu, zona ezi ziluzuko lwenu. Ngenxa yoko ndiyawagoba amadolo am kuye u-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ekubizwe ngaye umzawlwane wonke osezulwini nasemhlabeni, ukuba aninike, ngokobutyebi bozuko lwake, ukomelezwa ngamandla ngaye u-Moya wake ngokusingisele emntwini ongapakati; ukuba u-Kristu ahlale ngalo ukólo ezintli-ziyweni zenu; ukuze niti, nendele nisekelwe elutandweni, nibe nako ndawonye nabo bonke abangewele ukubuqiqa into obuyiyo ububanzi nobude, nobunzulu nokupakama *kwalo*, kwa nokulwazi utando luka-Kristu oluncamisa ukwazi; ukuze nizaliseke ngako

konke ukuzaliseka kuka-Tixo. Kuye ke onako ukwenza okungapezu kwento zonke ngokugqitiseleyo kakulu, ngapezu kwesikucelayo nesinokuqiqa, ngokwamandla asebenzayo ngapakati kwetu, kuye malubekó uzuko e-Kerikeni eku-Kristu Yesu kuse kuzo zonke izizukulwana zalo ipakade lasemapakadeni. *Amen.*

I-VANGEL. U-Luka Ongewele vii. 11.

KWATI ngomhla olandelayo, waya emzini okutiwa yi-Nayin. Kwaye kuhamba naye iqela labafundi bake nesihlwele esikulu. Kekaloku akusondela esangweni lomzi lowo, kwabonakala kwatwalelwa pandle umntu ofileyo, ekupéla konyana ozalwa ngunina; waye yena engumhlokazi. Baye abantu abaninzi bomzi benaye. Ite ke i-Nkosi yakumbona, yasikwa yimfesane ngenxa yake, yati kuye, Mus' ukulila. Yafika ke yalicukumisa itala; bema ke abebetwele. Yati, Ndodana, nditi kuwe, Vuka. Wavuka ke wahlala umfi lowo, waqala wateta. Yamnikela ke kunina. Bangenwa ke kukoyika bonke, babemzokisa u-Tixo besiti. Kuvele um-profite omkulu pakati kwetu; nokuti, U-Tixo ubavelele abantu bake. Lwapuma ke ololudaba lungaye lwahamba kuyo yonke i-Yudeya, nakulommandla wonke.

I-AWA YESHUMI ELINESIXENXE EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakutandaza ukuba ufefe lwako luhlale lusikokela lusilandela, lusenze ukuba sihlale sizinikela kuyo imisebenzi yonke elungileyo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Efeso iv. 1.

NDIYANIVUSELELA ngoko, mna mbanjwa wase-
Nkosini, ukuba nihambe ngokulufaneleyo ubizo
enabizwa ngalo, ninako konke ukutobeka kwentliziyo
nobulali, ninokuzeka kade umsindo, ninyamezelana
nisenziwa lutando, nikútaalele ukubugcina ubunye bo-
Moya ngentambo yoxolo. Mnye umzimba, mnye no-
Moya, njengokuba nabizwayo nokubizwa nanetemba
linye lobizo lwenu; inye i-Nkosi, lunye ukólo, lunye
u-báptizo, mnye u-Tixo u-Yise wabo bonke, opezu
kwabo bonke, okubo bonke, opakati kwenu nonke.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xiv. 1.

KWATI akuba engene nge-sabata endlwini yomnye
wakubapáti baba-Farisi, ukuba adle isonka, baye
bemlalela bona. Kwaye kukó pambi kwake umntu
onegalimoya. Wapendula u-Yesu wateta kubo abaqo-
ndisi-mteto naba-Farisi, esiti, Kuvumelekile na ukupi-
lisa nge-sabata? Bati-tu ke bona. Wantabata,
wampilisa, wamndulula. Wabapendula wati, Lelika-
banina kuni apa i-esile nokuba yinkomo eyakweyela
equleni, aze angayifoli kwa oko ngomhla we-sabata?
Bakóhlwa ukumpendula kwezozinto. Kekaloku wate-
ta umzekeliso kwababemenyiwe, akugqala ukunyula
kwabo izilili zobukulu, wati kubo, Xa ute wamenyelwa
emtshatweni ngubani, unghlali esililini sobukulu;
hleze obekekileyo kunawe abe ngomenyiwe nguye.
Eze ke lowo ubenimemile, ati kuwe, Kwélela lomntu,
uze wena uqale ukutabata indawo esekugqibeleni uda-
nile. Yiti xa ute wamenywa, uye uhlale endaweni
esekugqibeleni, ukuze, xa ate weza lowo ukumemileyo,
ati kuwe, Sihlobo, nyukela ngasentla; wandule ke
ukuba nozuko emehlweni abo bahleli ndawonye nawe.
Ngokuba wonke umntu ozipakamisayo uyakutotywa,
nozitobayo uyakupakanyiswa.

I-CAWA YESHUMI ELINESIBOZO EMVA
KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakukúnga ukuba ubapé abantu bako
amandla okuzicása izihendo zomhlaba, zomzi-
mba, nezika-Satana, baze bati ngentliziyo ezingwele
balandele wena okupéla ko-Tixo; ngaye u-Yesu
Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

I-NCWADANA. 1 Kwabase-Korinte i. 4.

NDIHLALA ndibulela ku-Tixo wam ngani, ngenxa
nyofefe enilupiweyo ngu-Tixo niku-Kristu Yesu,
kuba natyetyiswa nguye ngezinto zonke, ngokuteta
konke nangokwazi konke; njengokuba ubunqina
buka-Kristu baqiniswayo kuni; ngokokude ningasileli
nakwisinye isipó; nilinde ukutyileka kwe-Nkosi yetu
u-Yesu Kristu, oyakuniqinisa nokuniqinisa ase ekupé-
leni, ukuze ningabi nakumangaleleka ngemini ye-Nkosi
yetu u-Yesu Kristu.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongewele xxii. 34.

KEKALOKU bate aba-Farisi, bakuva ukuba ubeté
labakóhla aba-Sadusi, bahlanganisana ndawo-
nye. Omnye kubo, ongumqondisi-mteto, wambuza
emlinga, wati, Mfundisi, owona mteto mkulu emyale-
lweni ngu-wupina? Wati ke u-Yesu kuye, Uz'uyitande
i-Nkosi u-Tixo wako ngayo yonke intliziyo yako,
nangawo wonke umpefumlo wako, nangayo yonke
ingqondo yako. Nguwo lowo owokuqala nomkulu
umteto. Owesibini ke ufana nawo: Uz'utande
ummelwane wako ngoko uzitanda ngako. Kulemi-
teto yomibini kuxómekeke umyalelo upéla naba-
profite. Bakubon'ukuba bahlanganisene aba-Farisi,

u-Yesu wabuza kubo, esiti, Niti-nina ngaye u-Kristu ? ungunyana kabanina ? Bati kuye, Ngoka-Davide. Ati kubo, Yinina pofu ukuba u-Davide ngo-Moya ambize ngokuti, Nkosi, esiti, Yati i-Nkosi e-Nkosini yam, Hlala ngasekunene kwam, ndide intshaba zako ndizenze isi-tulo senyawo zako ? Ukuba u-Davide ngoko umbiza ngokuba Nkosi, ungunyana wake nganina ? Akubangako namnye ube nako ukumpendula nezwi eli ; kananjalo kususela kulomini akubanga sabiko mntu waba nobuganga bokumbuzo nto.

I-CAWA YESHUMI ELINESITIBA EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, ekubeni singenakukukolisa singancedwanga nguwe ; Wanga angati u-Moya wako Oyingwele azilungise azilaule intliziyo zetu ezintweni zonke ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Efeso iv. 17.

KENGOKO, oku ndiyakuteta ndikunqine e-Nkosini, ukuti, maningabi sahamba njengoko zihamba ngako ezinye i-Ntlanga ngobudenge bengqiqo yazo, zenziwe infama ingqondo, zingazani nobomi buka-Tixo ugenxa yokungazi okukuzo, ngenxa yokuqaqadeka kwentliziyo zazo ; abate bona bengasenakuva, bawinikela ebufoletyweni, ukuze bakwenze ukuncola konke ngokukunxamela. Ke nina animfundanga ngokunjalo u-Kristu ; ukuba kambe ningaba nimvile, nafundiswa nikuye, njengoko inyaniso ikuye u-Yesu, ukuba niti ngakwihambo yangapambili nimalahle umntu omdala owonakaliswayo ngokokwenkanuko zenkohliso ; nihilaziywe ke kuwo umoya wengqiqo

yenu, nimambate umntu omtsha, ote ngokuka-Tixo wadalelwa ebulungiseni nasebungweleni benyaniso. Kungoko ke nditi, lahlani ubuxoki, tetani inyaniso elowo nommelwane wake ; ngokuba singamalungu omnye elelomnye. Qumbani, ningoni ; ilanga malingade litshone nicapuka ; kananjalo ningamkwéleli indawo u-Satana. Lowo ulayo makangabi sebá, kanye ke makabulaleke esebenza okulungileyo ngezandla zake, ukuze abe nako ukwabela osweleyo. Makungapumi nanye inteto ebolileyo emlonyeni wenu, mayibe yesukuba ilungele ukwakéka, ngokwentswelo ekoyo, ukuze abevayo bomelezwe umpfumlo. Kanjalo ningamenzi buhlungu u-Moya Oyingwele ka-Tixo, enati kuye natywinwa naqiniselwa imini yentlaulelo. Mabukwéleliswe kuni bonke ubufafa, nomsindo, nengqumbo, nengxolo, nonyeliso, ndawonye nolunya lonke. Ke, yibani nobubele omnye komnye, nibe nemfesane, nixolelane, njengokuba naye u-Tixo eku-Kristu wanixolelayo.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongwele ix. 1.

U-YESU wangena emkómbeni, wawela, weza kufika emzini wakowabo. Kekaloku bazisa kuye umntu onedumbe elele elukúkweni. U-Yesu elubona ukólo lwabo, wati kuye onedumbe, Mtwanam, yomelela, zixolelwe izono zako. Besuka ababáli abatile, bati pakati kwabo, Lo uyanyelisa. U-Yesu ezibona ingeingane zabo wati, Yinina ukuba nicinge into ezikohlakeleyo ezintliziyyweni zenu ? Kuba okukóna kulula kukupina, kukó ukuti, Zixolelwe izono zako ; kukó nokuti, Vuka uhambe ? Kodwa ukuze nazi ukuba u-Nyana womntu unalo igunya emhlabeni lokuxolela izono, selesiti konedumbe, Vuka, utabate ukúko lwako, uye endlwini yako. Wavuka ke, wemka waya endlwini yake. Bekubonile ke oko

abantu, bamangaliswa, bamzukisa u-Tixo, obanike abantu igunya elingaka.

I-CAWA YAMASHUMI MABINI EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, Sozibele, siyakukunga, sikusele ezintweni zonke ezingasenzakalisayo; size silungele ngomzimba nangompefumlo ukwenza ngovuyo ezozinto uzitandayo wena; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Efeso v. 15.

KANGELANI ngoko, ukuba ningati-nina, ukuze kucokiseke ukuhamba kwenu; ningabi njengabaswele ubulumko, yibani njegezilumko; niziqwebela ixesha eli, ngokuba imihla ayindawo. Ngenxa yoko ningabi zintsweli-kuqonda, yibani ngabayiqo-ndayo into eyiyo intando ye-Nkosi. Kanjalo maningaxili yi-wayine, ekukoyo kulonto ukuzibubisa; manizaliswe ngu-Moya; niteta omnye nomnye ngendumiso nengoma namaculo angawomoya, nivuma nicula ezintliziyweni zenu kuyo i-Nkosi; nimana nibulela ngenxa yento zonke nge-Gama le-Nkosi yetu u-Yesu Kristu kuye u-Tixo u-Yise, nilulamelana ngokoyika u-Tixo.

I-VANGELL. U-Mateyu Ongcwele xxii. 1.

WATI u-Yesu, Ubukumkani bezulu bufanekiswa nomntu ongukumkani owamenzela unyana wake isidlo somtshato. Wesusa abakonzi bake ukuba baye kubabiza abamenyiweyo beze emtshatweni; basuka abavuma ukuza. Wabuya wesusa abanye abakonzi, esiti, Yitshoni kwabamenyiweyo ukuti,

Yabonani, isidlo sam sendisilungisile, inkomo zam nento zam ezityetyisiweyo zixeliwe, konke sekulungile, yizani emtshatweni. Abakatalanga ke bona, basuka bemka, omnye waya kweyake intsimi, omnye waya ekuwebeni kwake. Bati ke abaseleyo bababamba abakonzi bake, babapata kakubi, bababulala. Evile ke ukumkani waqumba, wayikupa imikosi yake, wabatshabalalisa abobabulali, wawutshisa nomzi wabo. Waza wati ukumkani kubakonzi bake, Umtshato okunene sewulungile wona, kodwa abamenyiweyo bebengafanelekile. Yiyani ngoko apo indlela zidibene kona, niti abo nite nabafumana, nibabize beze emtshatweni. Bapuma abobakonzi baya ezindleleni, bahlanganisa bonke ababafumanayo, abakohlakeleyo kwa nabalungileyo; wazaliswa umtshato ngabamenyiweyo. Kekaloku akungena ukumkani eza kukangela abamenyiweyo, wabona apo umntu ongambete ingubo yomtshato. Wati kuye, Wetu, ute-nina ukungena apa ungenayo ingubo yomtshato? Lamkohl! ke. Wati ukumkani kubalungiseleli, Mbo-peni inyawo nezandla, nimtabate nimkuple ebumnyameni bangapandle; kona apo kuyakubako ukulila nokutshixiza kwamazinyo. Kuba baninzi ababiziweyo, ke bambalwa abanyuliweyo.

I-CAWA YAMASHUMI MABINI ANANYE EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI enetafu, siyakukunga, bapé abakoliweyo bako uxolelo lwezono noxolo, baze bahlanjululwe kuzo zonke izono zabo, bakukonze nintliziyo ezolileyo; ngave u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Efeso vi. 10.

BAZALWANA bam, yomelelani e-Nkosini nase-kuqineni kokomelela kwayo. Xòbani sonke isirweqe sika-Tixo, ukuze nibe nako ukumisa nibucáse ubuqinga buka-Satana. Ngokuba umzamo wetu asingowokuzamana negazi nenyama; ngowokuzamana nazo izilauli, nawo amagunya, nazo izipátamhlaba zobumnyama balo elipakade, nayo imikosi yomoya abakohlakeleyo kwezasezulwini indawo. Ngenxa yoko qubulani sonke isirweqe sika-Tixo; ukuze nibe nako ukucása ngomhla ombi, niti niku-fezile konke nime nimi. Misani ke ngoko, nibinqe inyaniso esinqeni senu, ninxibe isigcina-sifuba sobulungisa, nibope ezinyaweni zenu ulungiselelo lwe-Vangeli yoxolo; ngapezu kwezozinto zonke qubulani ikáka lokòlo, lona noti ngalo nibe nako ukuzicima zonke intolo ezinomlilo zake ongendawo; namkele isigcina-ntloko sosindiso, nalo ifele lo-Moya, elililizwi lika-Tixo; ngako konke ukutandaza nokukúnga nitandaza amaxesha onke nikuye u-Moya; niyipapamele lonto ngako konke ukuzingisa nokukúnga ngenxa yabangewele bonke, nangenxa yam, ukuba ndipiwe ilizwi ekuwuvuleni umlomo wam, ndize ndazise ngokusekuhlani imfihlelo ye-Vangeli, ekungenxa yayo ndisisigidimi esisezintanjeni, ukuze ndingafihlisi ukuteta ngayo njengoko ndimelwe kukuteta ngako.

I-VANGELI. U-Yohane Ongewele iv. 46.

KWAYE kukò igosa lakomkulu elinyana wayesifa e-Kapernahum. Lite lona lakuva ukuba u-Yesu upumile e-Yudeya wafika kwelase-Galili, laya kuye lamcela ukuba ehle ampilise unyana walo, kuba ebeza-kubúbá. Wati ngoko u-Yesu kulo, Ukuba anitanga nibone imiqondiso nemimangaliso anisayikukòlwa.

Liti kuye igosa lakomkulu, Nkosi, yihla engekabúbi umntwana wam. Ati u-Yesu kulo, Hamba uhambe, unyana wako uhleli. Wakòlwa umntu lowo lilizwi awalitetayo u-Yesu kuye, wahamba ke. Kekaloku akubon'ukuba usel'esihla, abakonzi bake bamhlangabeza, bambikela besiti, Umntwana wako uhleli. Wabuza ngoko kubo ilixa aqale ukucáca ngalo; zati kuye, Izolo ngelixa lesixénxe lamyeka icesima. Wazi ngoko uyise, ukuba bekukwangelolixa abeté ngalo u-Yesu kuye, Unyana wako uhleli, wakòlwa yena nendlu yake ipéla. Lomqondiso ke wesibini wawenza u-Yesu, eselepumile e-Yudeya weza kwelase-Galili.

I-CAWA YAMASHUMI MABINI ANESIBINI
EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakukúnga ukuba uwugcine umzi wako i-Kerike ekukukonzeni ngamaxesha onke; ukuze wona, ukúselwe nguwe, usindiswe ebubini bonke, ukukonze ngokukuhlonela emisebenzini elungileyo, kuze kudunyiswe i-Gama lako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

I-NCWADANA. Kwabakwa-Filipu i. 3.

NDIBULELA kuye u-Tixo wam ekunikúmbuleni kwam konke, ekukúngeni kwam konke ndikúnga ngenxa yenu nonke, ndivuyile, ngenxa yobudlelane benu obukuyo i-Vangeli, kususela kwimini yokuqala kude kube ngoku; ndiqinisekile kuyo le-into yokuba lowo wawuqalayo ngapakati kwenu umsebenzi olungileyo, wowufeza ide ibe yilomini ka-Yesu Kristu; nje-ngokuba ndilungisa ukucinga oko ngani nonke, ngenxa vokuba nikum entliziyweni, nite nasezintanjeni zam

nasekuzipenduleleni kwam nasekuyiqiniseni kwam i-Vangeli, nangamadlelana nam ngofefe olu nina nonke. Kuba u-Tixo ulinqina lam lokuba kukulu ukunilanga-zelela kwam nonke ngezibele zika-Yesu Kristu. Nako oku ndiyakutandazela, ukuba utando lwenu lube kukona lupupuma ngokupupuma ukwazi okukulu, nako konke ukuqonda, ukuze nizicikide ezona zilungileyo izinto ukuze nibe nokusulungeka ningabi nasiwo nide nise kwimini ka-Kristu; nizele ziqamo zobulungisa ezingo-Yesu Kristu, nikangelise ekuzukiseni nasekudumiseni u-Tixo.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele xviii. 21.

WATI u-Petros ku-Yesu, Nkosi, koba futi kangapina umzalwana wam endona ndimxolela? koda kube kasixénxe na? Wati u-Yesu kuye, Anditi kuwe, koda kube kasixénxe; nditi koda kube kama-shumi asixénxe apindiweyo kasixénxe. Ngenxa yoko ubukumkani bezulu bufanekiswa nomntu ongukumkani, owafuna ukubalelana nabakonzi bake. Kute ke akuqala ukubalelana nabo, kwaziswa kuye omnye onetyala le-talente lizingamawaka alishumi. Kute ke ekubeni engenanto yokuhlala, yati inkosi yake, makutengiswe ngaye nangomfazi wake, nangabantwana bake, nangento zonke anazo, kuhlulwe. Wawa pantsi ngoko umkonzi lowo, waqubuda kuyo, esiti, Nkosi, kaundinyamezele, ndokuhlala konke. Yasi-kwa ke yimfesane inkosi yalomkonzi, yamkulula, yamxolela ityala elo. Upumile ke lomkonzi, wafumana omnye wabakonza kunye naye, obenetyala kuye le-denariyo ezilikulu; wambamba, wamrwitsha, esiti, Hlala ityala onalo. Wawa pantsi ngoko ezinyaweni zake ubekonza kunye naye, embongoza, esiti, Kaundinyamezele, ndokuhlala konke. Akavumanga ke; waya wamposa en-tolongweni ade

alihlaule ityala elo. Bati ke abo bebekonza kunye naye, bakubona oko kwenzekileyo, baba buhlungu kakulu, beza bayityele inkosi yabo konke oko kwenzekileyo. Yaza inkosi yake, imbizele kuyo, yati kuye, Mkonzindini ungendawo, ndakuxolela lonke elatyala, ekubeni wandibongozayo; ubungamelwe na kukuba ube nenceba nawe kokonza kunye nawe, njengokuba nam bendinenceba kuwe? Yaqumba inkosi yake, yamnika kubatutumbisi, ade alihlaule lonke ityala lake. Woti no-Bawo wasezulwini enjenjalo kuni, ukuba anitanga nonke ngabanye nibaxolele ngentliziyo abazalwana benu iziposo zabo.

I-CAWA YAMASHUMI MABINI ANESITATU
EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

TXIXO, oyinqaba namandla etu, nembangi yako konke ukulunga; Ngamana walungela ukupulapula imitandazo ye-Kerike yako; wenze ukuba oko sikucelayo ngokolo, sikufumane ngokuzeleyo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabakwa-Filipu iii. 17.

YIBANI ngabaxelisa mna, bazalwana, nibagqale abo bahamba ngokunjalo, njengokuba ninomfuziselo, tin' aba ke. Kuba baninzi abahambayo, endateta futi kuni ngabo, ngoku ke nditeta ndilila nokulila, ndisiti, bazizo intshaba zomnqamlezo ka-Kristu. Abasipelo siyintshabalalo, abatixo usisisu sabo, abaluzuko luhhlazo labo, abanyamekela izinto zomhlaba. Kuba tina ikowetu lisezulwini, kananjalo simlinda evela kon'apo u-Msindisi, i-Nkosi u-Yesu Kristu; eyakuwenza kumila kumbi umzimba

wokutobeka kwetu, ukuze wona wenziwe ufane nomzimba wozuko lwake, ngokokusebenza kwalowo unako ukuzitobela pantsi kwake zonke izinto.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele xxii. 15.

BAZA aba-Farisi baya benza ibunga lokuze bamtiyele ekuteteni kwake. Batumela kuye abafundi babo benama-Herode, besiti, Mfundisi, siyazi ukuba uyinyaniso, uyifundisa indlela ka-Tixo ngenyaniso; kanaanjalo akukatali nangubani, kuba akukéti bantu. Sixelele ngoko, uti-nina wena? kuvumelekile na ukumnika i-fafu u-Kesare, akuvumelekile sinina? Kekaloku u-Yesu eyazi inkohlakalo yabo, wati, Nindilingela nina, bahanahanisindini? ndiboniseni iqôsha le-fafu. Bamzisela ke i-denariyo. Ati kubo, Ngokabanina lomfanekiso nombalo? Bati kuye, Ngoka-Kesare. And' ukuti kubo, Nikelani kaloku into zika-Kesare ku-Kesare, nento zika-Tixo ku-Tixo. Bati bakuva, bamangaliswa, bamshiya bemka.

I-AWA YAMASHUMI MABINI ANESINE EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakukunga, baxolele abantu bako izipôso zabo; ukuze ngobubele bako obukulu sikululwe sonke ezintanjeni zezozono sizibope ngazo ngobulwelwe betu; Kwenze oku, Bawo, ngenxa yemfaneleko ka-Yesu Kristu i-Nkosi no-Msindisi wetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Kolose i. 3.

SIBULELA kuye u-Tixo, u-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, sihlala sinitandazela, sivile nje ngokukólwa kwenu ku-Kristu Yesu, nokubatanda

kwenu bonke abangcwele; ngenxa yetemba eli nalibekelwayo ezulwini, nalivayo ngenx' engapambili ngalo ilizwi lenyaniso le-Vangeli, ekôyo kuni, njengoko ikôyo nakuwo wonke umhlaba, ixakata neziqâmo, kwa njengoko *ixakatayo* ngapakati kwenu, kususela kwimini enaluvayo nalwazi ufele luka-Tixo ngenyaniso; njengoko nafundayo ku-Epafra, ongumkonzi oyintanda kunye nati, engumlungiseleli otembekileyo ka-Kristu ngenxa yenu, owasazisayo tina utando lwenu lwase-Moyeni. Ngenxa yoku, kususela kwimini eseva ngayo, nati asipezi ukunitandazela nokunicelela, ukuba nizaliswe kukuyazi kakuhle intando yake ninokulumka rokuqonda konke okukomoya: ukuze nihambe ngokuyifaneleyo i-Nkosi, nise kuko konke ukukólisa, nixakate isiqâmo kuwo wonke umsebenzi ohungileyo, nikulela ekumazini u-Tixo; nisomelezwa ngokomelela konke, ngokokuqina kozuko lwake, nize nise kuko konke ukunyamezela, nokuzeka kade umsindo, kunye novuyo; nibulela ku-Yise, owasenza sakulingana ukwahlulelwa ilifa labangcwele ekukányeni.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele ix. 18.

KWATI u-Yesu esateta ezizinto kubafundi baka-Yohane, nanko kusiza umpâti, waqubuda kuye esiti, Intombi yam ibúbé ngoku, yiza ubeke isandla sako pezu kwayo, yopila. Wesuka u-Yesu wamlandela, kwa nabafundi bake. Nanko kusiza umfazi otilé, owayenetombo legazi iminyaka elishumi elinamibini, wafika ngasemva, wacukumisa intshinga yengubo yake. Kuba ebesiti ngapakati kwake, Ukuba ndite ndacukumisa ingubo yake nje kodwa, ndopiliswa. Wajika u-Yesu wambona, wati, Ntombi yam, yomelela, ukôlo lwako lukupilisile. Wapiliswa lomfazi kwa ngelolixa. Ute akufika u-Yesu endlwini

yompáti, wazibona ingwali nabantu bepitzela; wati kubo, Kwélelani, kuba intombazana ayifile, ilele. Basuka bamwa ngentsini. Ute ke bakukútselwa pandle abantu, wangena, wayibamba ngesandla, yaza yavuka intombazana. Lwaza lwapuma udumo lwalento, lwaza kuwo wonke lomhlaba.

I-CAWA YAMASHUMI MABINI ANESIHLANU EMVA KWEYO-MTRINITI.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakukúnga, vuselela intliziyo zabantu bako; baze bati, bevelisa iziqámo zemisebenzi elungileyo, bavuzwe nguwe ngokukólisekileyo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NCWADANA. U-Yeremiya xxiii. 5.

YABONANI, iyeza imihla, itsho i-NKOSI, endiyakummisela u-Davide i-Hlumelo elinobulungisa, libe ngukumkani alaule, enze ngengqiq, agwebe alungise emhlabeni. Ngemihla yake u-Yuda uyakusindiswa, u-Sirayeli ahlale egeinekile: negama lake ayakubizwa ngalo leli lokuti, i-NKOSI IBUBULUNGISA BETU. Ngako oko yabonani, iyeza imihla, itsho i-NKOSI, abangasayikuba sati, Ihleli nje i-NKOSI, eyanyusa onyana baka-Sirayeli ezweni lama-Yiputa; bayakuti, Ihleli nje i-NKOSI eyayinyusayo, eyayizisayo inzala yendlu yakwa-Sirayeli, ivela ezweni langasentla, nasamazweni onke, endabagxotela kóna; bahlale ezweni labo.

I-VANGELI. U-Yohane Ongcwele vi. 5.

WATI u-Yesu, akupakamisa amehlo ake, wabona abantu abaninzi besiza kuye, wati ku-Filipu, Sositenga pina izonka, ukuze badle aba? (Ubesitsho

ke emlinga; kuba ubeyazi yena into abezakuyenza.) U-Filipu wampendula wati, Izonka ze-denariyo ezimakulu mabini azibanele, ukuze elowo atabate intwana. Omnye kubafundi bake, u-Andreya, umzalwana ka-Simon Petros, wati kuye, Kukó inkwenkwana apa enezonka ezihlanu ze-fasi nentlanzi ezimbini; kodwa ke ziyinto-nina ezo kwabangakanana? Uté ke u-Yesu, Bahlaliseni pantsi abantu. Kwaye kukó utyani obuninzi kulondawo. Ahlala pantsi ngoko amadoda engati ngamawaka amahlanu inani lawo. Wazitabata ke izonka u-Yesu, wati akubulela, wababela abafundi, bati ke abafundiabela abo babehleli pantsi, kwa kwanjalo nakwintlanzi ngangokutanda kwabo. Bakuhluta ke, uti kubafundi bake, Butani amaqékeza aseleyo, ukuze kungalahleki nto. Babuta ngoko, bazalisa izitya zalishumi elinazibini ngamaqékeza abesele kubo ababedlile ezonkeni ezihlanu ze-fasi. Ngoko abantu aba, bakuwubona umqondiso awawenzayo u-Yesu, bati, Inyaniso lo nguye um-Profite lowo uzayo emhlabeni.

¶ *Nyakana kupéle lemi-Tandazwana ne-Ncwadana ne-Vangeli ingekafiki i-Advent, makucatshulwe kwezasalelayo emva kwe-Epifani. Nyakana zingapélanga ifikile i-Advent, maziyekwe ezo zingafunekiyo. Koko makugqalwe ukuba lom-Tandazwana ne-Ncwadana ne-Vangeli ye-Cawa yamashumi mabini anesihlanu emva kweyo-Mtriniti zifanel'ukwenziwa nge-Cawa eyandulelayo eyokuqala ye-Advent.*

UMHLA KA-ANDREYA ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, owanika um-Postile wako ongwele u-Andreya amandla okuba avume akubizwa ngu-Nyana wako u-Yesu Kristu, wamlandela akalibala;

Sincede tina sonke, esibizwa nje li-Lizwi lako elingewe, ukuba sizinikele ngentobeko ekuyenzi imiteto yako; ngaye u-Yesu Kristu lowo i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Roma x. 9.

XA ute wamvuma ngomlomo wako ukuba yi-Nkosi u-Yesu, wakólwa ngentliziyo yako ukuba u-Tixo wamvusa kwabafileyo: wosindiswa. Kuba umntu ukólwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe. Kuba isisi-Bálo siti, Bonke abakólwayo kuye abayikudaniswa. Kuba akukó kwahluka kwam-Yuda nam-Grike; kuba ikwawiyilo-Nkosi eyi-Nkosi yabo bonke, ibubutyebi kubo bonke abayinqulayo. Kuba bonke abasukuba belinqula i-Gama le-Nkosi bosindiswa. Boti-nina ke ukumnqula lowo bangakólwanga kuye? Boti-nina ke ukukólwa kulowo bangamvanga? Boti-nina ke ukuva kungekó mshumayeli? Boti-nina ke ukushumayela bengatunywanga? Njengokuba kubáliwe kwatiwa, Hayi ukuba zintle kwazo inyawo zabashumayela i-Vangeli yoxolo, zabashumayela i-Vangeli yezinto ezilungileyo! Abayilulamelanga bonke i-Vangeli. Kuba u-Yesaya uti, Nkosi, ngubanina owakólwayo ludaba lwetu? Ngoko ke ukólo lupuma eludabeni, udaba lukó ngelizwi lika-Tixo. Ingaba kodwa abevanga na? Inene, intlokoma yabo yapuma yaya kuwo wonke umhlaba, namazwi abo aya ezipélweni zelimuweyo. Nditl kodwa, Ubengazi na u-Sirayeli? Ukuqala, u-Moses uti, Ndiyakunenza nibe nekwéle ngabangeluhlanga, ndiyakunicapukisa ngohlanga olungenangqondo. Ke yena u-Yesaya uteta ngamandla, uti, Ndifunyenwe ngabebengandifuni, ndaba nokubonakala kwabebengandibuzi. Ke ngokubékisele ku-Sirayeli uti, Imini yonke izandla zam ndizolulele kubantu abangevayo abapikayo.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele iv. 18.

UTE ke u-Yesu ehamba ngaselwandle lwase-Galili, wabona abazalwana ababini, u-Simon ekutiwa ngu-Petros, no-Andreya umzalwana wake, bepósa umnata elwandle, kuba bebengababambisi bentlanzi. Wati ke kubo, Yizani nindilandele, ndonenza ababambisi babantu. Bayishiya kwa oko iminata yabo, bamlandela ke. Wati, esuka apo; wabona abanye abazalwana ababini, u-Yakobi lo ka-Zebedi no-Yohane umzalwana wake, besemkómbeni no-Zebedi uyise, belungisa iminata yabo; wababiza ke. Bawushiya kwa oko umkómbe noyise, bamlandela ke.

UMHLA KA-TOMAS ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, Ongunapakade, owavuma ukuba um-Postile wako u-Tomas atandabuze uvuko lo-Nyana wako, ukuze ukólo lwetu luqiniseke ngakumbi; Sipé ukuba sikólwe ngokufezekileyo ku-Nyana wako u-Yesu Kristu, singatandabuzi, luze ukólo lwetu lungaze lukálazeke pambi kwako. Sive, Nkosi, ngaye u-Yesu Kristu lowo, omelwe kudunyiswa, enawe no-Moya Oyingewe, kaloku nangonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Efeso ii. 19.

NNGOKO ke anisengabo abasemzini nabapambukeli, ningamakáya kubo abangewe, ningabendlu ka-Tixo; nakélwe pezu kwesiseko saba-Postile naba-Profite, ingu-Yesu Kristu ngokwake ilitye lembombo; esiti kuye isakiwo sonke sihlangene kakuhle, sikúle, sibe yi-tempile engewe e-Nkosini; eniti nani nakélwe

ndawonye kuye, ukuze nibe yindawo yokuhlala ka-Tixo ngaye u-Moya.

I-VANGELI. U-Yohane Ongcwele xx. 24.

KEKALOKU u-Tomas, omnye kwabalishumi elinababini, okutiwa ngu-Didimo, wayengenabo oko wafikayo u-Yesu. Babesiti ngoko kuye abanye abafundi, Siyibonile i-Nkosi. Wati ke yena kubo, Ukuba anditanga ndilibone inxeba lezikonkwane ezandleni zayo, ndiwufake umnwe wam enxebeni lezikonkwane, ndisifake isandla sam ecaleni layo, andisayikukölwa. Baye emveni kwentsuku ezisibozo bekwangapakati abafundi bake, waye nabo no-Tomas. Afike ke u-Yesu, ingeango sezivaliwe, eme pakati, ati, Uxolo malube nani. Andule ati ku-Tomas, Eté apa umnwe wako, uzibone izandla zam; eté isandla sako, usifake ecaleni lam; mus' ukuba ngongakölwayo, yiba ngokölwayo. Upendule u-Tomas, wati kuye, Nkosi yam, Tixo wam. Ati u-Yesu kuye, Ngokuba undibonile, Tomas, uköliwe. Banetamsanqa abo bangabonanga, bakölwa noko. Mininzi ke okunene neminye imiqondiso awayenzayo u-Yesu emehlweni abafundi bake, engabälwanga kuyo lencwadi; kodwa lé ibälwe ukuze nikölwe ukuba u-Yesu unguye u-Kristu u-Nyana ka-Tixo, nokuze niti nikölwa nibe nabo ubomi nge-Gama lake.

UMHLA WOKUGUQUKA KUKA-PAULOS ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO, ote ngökushumayela kom-Postile u-Paulos wenza ukuba ukányiso lwe-Vangeli lukányisele umhlaba wonke; Sipé, siyakukúnga, ukuba tina,

silukúmbula nje uguquko lwake olungummangaliso, sibonakalise ukubulela kwetu ngokulandela imfundiso engcwele awayishumayelayo: ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo ix. 1.

KEKALOKU, u-Saule esabafutëla ngentsongelo nembulalo abafundi be-Nkosi waya kumbingeleli omkulu, wacela kuye incwadi zokuya e-Damasko endlwini yesikúnga, ukuze ati, ete wafumana abatle balendlela, amadoda kwa nabafazi, abazise e-Yerusalem bekonxiwe. Kute ke ekuhambeni kwake wasondela e-Damasko; waza ngesiqupe wabanekelwa lukányiso luvela ezulwini; wawa emhlabeni, weva izwi lisiti kuye, Saule, Saule, unditshutshisela nina? Wati ke yena, Ungubanina, Nkosi? Ité ke i-Nkosi, Mna ndinguye u-Yesu omtshutshisayo wena; kungabile kuwe ukukába inviko. Waza engangazela eqipuke umbilini wati, Nkosi, ufuna ukuba ndenze nto-nina? Yati i-Nkosi kuye, Vuka, uye kungena emzini lowo, woyixelelwa into omelwe kukuyenza. Kekaloku, amadoda abehamba naye ema engenakuteta, eliva okunene lona izwi, kodwa engaboni mntu. Wavuka ke u-Saule emhlabeni, wati akuvulwa amehlo ake, akabona mntu; bamfola ke ngesandla baza kumngenisela e-Damasko. Waye emihla mitatu engaboni, engadli, engaseli nokusela. Kekaloku, bekukö umfundi e-Damasko, ogama lingu-Hananiya: yati i-Nkosi kuye embonweni, Wa, Hananiya. Uté ke yena, Ndikö, Nkosi. Ité ke i-Nkosi kuye, Pakama, uye esi-trateni ekutiwa sesite-Tye, ubuzise endlwini ka-Yuda umntu ogama lingu-Saule wase-Tarso; kuba uyatandaza; waye ebone embonweni indoda egama lingu-Hananiya ingena, ibeka isandla pezu kwake, ukuze abuye abone. Upendule ke u-Hananiya wati,

Nkosi, ndivile kwabaninzi ngalendoda, ukuba zinkulu kwazo izinto ezimbi ezenze kubangwele bako e-Yerusalem; nalapa *ikó nje* inegunya kubabingeleli abakulu lokukonxa bonke abo balingulayo i-Gama lako. Yati ke kuye i-Nkosi, Yiya; ngokuba lowo usisitya esinyuliweyo ndim sokupáta i-Gama lam pambi kwe-Ntlanga nokumkani, kwa nonyana baka-Sirayeli. Kuba mna ndiyakumbonisa ukuba zinkulu kwezinto ezinzima amelwe kukuziva ngenxa ye-Gama lam. Wemka ke u-Hananiya, waya kungena endlwini; wabeka izandla pezu kwake, wati, Saule mzalwana, inditumile i-Nkosi u-Yesu obonakele kuwe endleleni oze ngayo, ukuze ubuye ubone, uzaliswe ngu-Moya Oyingwele. Kwa oko kwawa emehlweni ake izinto ezingati zinkwetu; wabuya wabona kwa oko, wavuka, wabáptizwa; wati akuba edlile womelezeka. Kekaloku u-Saule waba nemihla etile kubafundi abase-Damasko. Waye kwa oko ezindlwini zesikúngu emvakalisa u-Kristu, ukuba lowo unguye u-Nyana ka-Tixo. Bati-nqa ke bonke abamvayo, bati, Lo kanene asinguye na owababúqayo e-Yerusalem abo babelinqula eli-Gama? waye nalapa ezele lento, ukuba abase bekonxiwe kubabingeleli abakulu. Kwaba kukóna ke womelelayo u-Saule; wabeta adubadubeka ama-Yuda abemi e-Damasko, ebonakalisa ukuba lo nguye u-Kristu.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele xix. 27.

WAPENDULA u-Petros wati ku-Yesu, Uyabona, tina sishiye into zonke sakulandela; siyakuba nanto-nina ke? Wati ke u-Yesu kubo, Inene nditi kuni, Nina nindilandeleyo, ekuzalweni okutsha, xa ate u-Nyana womntu wahlala e-troneni yozuko lwake, niyakuhlala nani ezi-troneni ezilishumi elinambini, niweba ezizweni ezilishumi elinazibini zakwa-Sirayeli.

Umntu wonke oshiye izindlu, nokuba ngabazalwana, nokuba ngodade, nokuba nguyise, nokuba ngunina, nokuba ngumfazi, nokuba ngabantwana, nokuba ngamasimi, ngenxa ye-Gama lam, uyakwamkela kalikulu, abudle ilifa ubomi obungunapakade. Ke baninzi abokuqala abayakuba ngabokugqibela, nabokugqibela abayakuba ngabokuqala.

UKUNIKELWA KUKA-KRISTU E-TEMPILENI,

okukólisa ukubizwa ngokutlwa

KUKUHLANJULULWA KWE-NTOMBI
U-MARIYA ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, Ohlal' uhleli, o-Nyana wako okupéla kozelweyo wangeniswa namhla e-tempileni engumntu njengati; Siyakukúnga ngolulamo ukuba sinikelwe nati kuwe sinentliziyo ezihlambulukileyo, ngaye u-Nyana wako lowo u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NCWADANA. U-Malaki iii. 1.

YABONA, ndituma umtunywa wam, agece indlela pambi kwam. Iyakuza ke ngesiqupe e-tempileni yayo i-Nkosi eniyifunayo; kwa umtunywa womnqopiso enimlangazelelayo; yabona, uyeza, itsho i-NKOSI yemikosi. Ngubanina ke onokuyinyamezela imini yokuza kwake? ngubanina onokuma akubonakala yena? Ngokuba unjengomlilo womnyibilikisi, unjenge-sepa yabahlambi bengubo. Uyakuhlala ke engumnyibilikisi, engumcookisi we-silvere, abacoe onyana baka-Levi, abahluze njenge-golide nanjenge-silvere, banikele e-NKOSINI umnikelo ngobulungisa,

Wauyakutandeka e-NKOSINI umnikelo wakwa-Yuda, nowase-Yerusalem ngokwemini zakudala, ngokweminyaka yamandulo. Ndosondela kuni ukuba ndigwebe, ndibe linqina elikáulezayo kubakáfuli, nakubafexezi, nakubafungi bobuxoki, nakwabacudisa umqeshwa ekumvuzeni, nomhlokokazi nenkedama, nakwabatoba owasenzini, bangandoyiki mna, itsho I-NKOSI yemikosi.

I-VANGELI. U-Luka Ongcwele ii. 22.

XESHIKWENI ke zazizalisekile intsuku zokuhlajululwa kwabo ngokomteto ka-Moses, benyuka naye baya e-Yerusalem, ukuba bamnikele e-Nkosini; (njengoko kubáliweyo emtetweni we-Nkosi, kwatruwa, Yonke into eliduna evula isizalo ize kutiwe ingcwele e-Nkosini;) nokuba benze idini njengoko kuxelwayo emtetweni we-Nkosi ukuti, Isibini samahobe, nokuba ngamagobo amabini amavukutu. Kwaye ke kukó umntu e-Yerusalem, ogama lingu-Simon, waye lomntu elihungisa, emoyika u-Tixo, elinde intutuzelo ka-Sirayeli, waye no-Moya Oyingcwele epezu kwake. Wayehlatyelwe ngu-Moya Oyingcwele ukuba akayikubona ukufa, engekamboni u-Kristu we-Nkosi. Weza ngaye u-Moya e-tempileni; kwati, ekumngeniseni kwabo abazali umntwana u-Yesu, ukuba bamenze ngokwesiko lomteto, yena wamamkelela ezingalweni zake, wabonga u-Tixo, wati, Nkosi, uyamndulula ngoku umkonzi wako enoxolo, ngokwelizwi lako; ngokuba amehlo am alubonile usindiso lwako, olungisileyo ebusweni bazo zonke izizwe; isikányiso sokutyilela i-Ntlanga, uzuko lwabantu bako ama-Sirayeli. Babemangaliswa o-Yosefu nonina zezozinto zitetwayo ngaye. U-Simon wabasikelela, wati ku-Mariya unina, Uyabona, lo umiselwe ukuwa nokuvuka kwabaninzi kwa-Sirayeli, nokuba abe ngumqondiso

ocásiweyo; (ewe ke, nowako umpefunlo irele liyakuwutyutya;) ngokokuze zibe nokutyilwa izicamango ezipuma ezintliziyweni ezininzi. Kwaye kukó no-Ana um-profitekazi, intombi ka-Fanuweli, wesizwe sika-Ashere. Yena wayeselekúlele kakulu, waye ke ebehleli nendoda iminyaka esixénxe etabatela ebuntombini bake. Waye yena engumhlokokazi ominyaka ngati imashumi asiboza anamine, obengemki e-tempileni, ekonza u-Tixo ngokuzila ukudla nangokukúnga ubusuku nemini. Yena wayemele kufupi ngelolixa, wabulela kuyo i-Nkosi, wayeteta ngaye kubo bonke abo bebelinde ukukúlulwa e-Yerusalem. Bakuba bezigqibile zonke izinto ngokomteto we-Nkosi, babuyela e-Galili emzini wabo i-Nazarete. Kekaloku wakúla umntwana, waya esomelela emoyeni, ezele bulumko; aye amandla ka-Tixo ehlala pezu kwake.

UMHLA KA-MATIYAS ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, owanyula isicaka sako esitembekileyo u-Matiyas abe ngowenani laba-Postile abalishumi elinababini esikundleni sika-Yudas umngcatshi; Yenza ukuba i-Kerike yako, ekubeni iblale ilondolozwe kuba-Postile ababuxoki, ilaulwe ikokelwe ngabafundisi abatembekileyo benene; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

EYE-NCWADANA. Izenzo i. 15.

NGALOMIHLA wesuka wema u-Petros pakati kwabo abafundi, (laye lihlangene iqela elikulu labantu, lingati lilikulu elinamashumi amabini inani labo), wati, Madoda bazalwana, esisi-Bálo simelwe kukuba sizaliseke, satetwayo ngapambili ngu-Moya

Oyingewele ngomlomo ka-Davide ngaye u-Yudas; owaba ngumkokeli kwabo bambambayo u-Yesu; ngokuba wayebalelwe kuti, wasizuzisa isabelo sobubu konzi. Lowo kengoko wazuza umhlaba ngomvuzo wokungalingisi, wati ekáhleleke pantsi ngobuso waqabuka pakati, zapalala zonke izibilini zake. Kwázeka oko kubo bonke abemiyo e-Yerusalem, wada lomhlaba ngeyabo inteto kwatiwa yi-Akeldama, oke kukuti ngumhlaba wegazi. Kuba kubáliwe encwadini ye-Ndumiso *kwatiwa*: Umzi wake maube linxwama, nomiyo angabiko kuwo, buti nobongameli baka butatyatwe ngomnye. Ngoko kuwo amadoda, abehamba nati ngalo lonke ixesha ebingena ipuma pakati kwetu i-Nkosi u-Yesu, iqalele elu-báptizweni luka-Yohane, yada yayimini eyanyuswa ngayo kuti, kumele ukuba kubekó enye kuwo eba linqina kunye nati lokuvuka kwayo. Bamisa mabini, u-Yosefu, okutiwa ngu-Barsabas, ogama limbi lingu-Yusto, no-Matiyas. Batandaza bati, Wena, Nkosi, mazi wentliziyo zabo bonke, yalata kwaba babini oyena umnyulileyo, ukuba asitabate isabelo sobubukonzi nobu-postile, awapambukayo kubo u-Yudas, ukuze aye kweyake indawo. Bawisa amaqashiso abo; lati iqashiso lapuma no-Matiyas; wabalelwa ndawonye naba-postile abalishumi elinamnye.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele xi. 25.

NGELOXESHA wapendula u-Yesu wati, Ndiyabulela lela kuwe, Bawo, Nkosi yezulu nomhlaba, ngokuba ezizinto wazifihlayo kwizilumko nakwingqondi, wazityilela intsana. Ewe, Bawo, ngokuba kwakóleka pambi kwako ukuba kube njalo. Zonke izinto zinikelwe kum ngu-Bawo; kanjalo akukó umaziyo u-Nyana kupéla ngu-Yise; akukó umaziyo u-Yise, kupéla ngu-Nyana, nalowo ati u-Nyana atande

ukumtyilela. Yizani kum nonke nina nibulalekayo nisindwayo ngumtwalo, ndoninika ukupumla. Tabatani i-dyokwe yam, niyitwale, nifunde kum; ngokuba ndinobulali nditobekile ngentliziyo, noyifumanela ukupumla imipefumlo yenu. Kuba i-dyokwe yam ilungile, nomtwalo wam ulula.

UKUSHUNYAYEZA KWE-NTOMBI ENCOMEKAYO U-MARIYA.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, siyakukhanga ukuba ugalele u-Moyawako ezintliziweni zetu; ukuze tina sikwazileyo ngokwelizwi le-ngelosi ukwenziwa ko-Nyana wako u-Yesu Kristu abe ngumntu, sisiwe eluvukweni naseluzukweni lwake ngawo umnqamlezo nentlungu zake; ngaye lowo u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NCWADANA. U-Yesaya vii. 10.

YAQOKELA I-NKOSI, yateta ku-Ahaz, isiti, Zicelele umqondiso kwi-NKOSI u-Tixo wako, cela ubékise enzulwini ezantsi, mhlaumbi ubékise enyangweni pezulu. Wati u-Ahaz, Andiyikucela, andiyikuyilinga i-NKOSI. Wati yena, Kánive, ndlu ka-Davide, kuncinane na kuni ukudinisa abantu, noza nidinise no-Tixo wam? Ngako oko i-Nkosi ngokwayo iyakuninika umqondiso: uyabona, i-Ntombi iyakumita, izale unyana, imtiye igama elingu-Imanuweli. Uyakudla amasi nobusi, ukuba azi ukucekisa okubi, anyule okulungileyo.

I-VANGELI. U-Luka Ongcwele i. 26.

KEKALOKU ngenyanga yesitandatu i-ngelosi engu-Gabriyali vatunyelwa ngu-Tixo emzini welase-Galili ogama liyi-Nazarete, kwi-Ntombi eganelwe

indoda egama lingu-Yosefu, yendlu ka-Davide, laye igama le-Ntombi leyo lingu-Mariya. Yangena i-ngelosi kuye, yati, Vuya wena utandiweyo kunene, i-Nkosi inawe, usikelelwe wena pakati kwabafazi. Ute ke, akuyibona, wotika ngenxa yelizwi layo, wayecamanga ukuba ungaba mbuliso mnina lo. Yati ke i-ngelosi kuye, Mus' ukoyika, Mariya, kuba utandekile ku-Tixo. Uyabona, uyakutabata esizalweni, uzale u-Nyana, umtiye igama elingu-YESU. Yena uyakuba mkulu, abizwe ngokuba ngu-Nyana w-Osenyangweni, i-Nkosi u-Tixo iyakumnika i-trone ka-Davide uyise, abe ngu-Kumkani pezu kwendlu ka-Yakobi kude kube ngunapakade, nobukumkani bake bungayikuba nasipelo. Wati ke u-Mariya kuyo i-ngelosi, Kuyakutiwa-nina ukubako oku, ndingazani nandoda nje? Yependula i-ngelosi yati kuye, U-Moya Oyingewele uyakuza pezu kwako, ati namandla Osenyangweni akusibekele; kungoko lonto ingewele izalwa nguwe iyakubizwa ngokuba ngu-Nyana ka-Tixo. Uyabona, u-Elizabeth ozalana naye, naye umite unyana ebudaleni bake, nalé yinyanga yesitandatu kuye lowo beku-tiwa ngongazaliyo; ngokuba akukó nanye into eyakumnqabela yena u-Tixo. Wati ke u-Mariya, Nanku umkonzazana we-Nkosi, makwenzeke kum ngokwelizwi lako. Yaza i-ngelosi yemka kuye.

UMHLA KA-MARKO ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, oyifundisileyo i-Kerike yako engewele ngemfundiso yasezulwini yom-Vangeli u-Marko Ongewele; Sipé amandla okuba siti, singenjengabantwana abakukuliswa zimfundiso zobuxoki, siqiniseke enyanisweni ye-Vangeli yako engewele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Kwabase-Efeso iv. 7.

KE elowo kuti walupiwa ufefe ngokomlinganiso wokupá kuka-Kristu. Kungoko ati, Enyuké waya enyangweni, watimba intimbo, wabapá izipó abantu. (Oko ke kuti wenyuka kuyinto-nina, kunge kwa kukuti wehla nokuhla kuqala waya kwezona zizezantsi indawo zomhlaba? Owehlayo ikwangulowo wenyukayo waya ngapezu kwawo onke amazulu, ukuze azalise zonke izinto.) Waza kwa yena wabapá abanye ukuba babe ngaba-Postile, abanye babe ngaba-Profite, abanye babe ngaba-Vangeli, abanye babe ngabalusi na-Bafundisi, ukuze bafezekiswe abangewele, kwenzelwe umsebenzi wobukonzi, nokwakiwa komzimba ka-Kristu; side tina sonke sifike kubo ubunye benkoló nobokumazi u-Nyana ka-Tixo, kwindoda egqibeleleyo, emlinganisweni wobukulu bokufezeka kuka-Kristu; ukuze singabi saba zintsana, silatyuzwa sipétshetwa ngumoya wonke wemfundiso, ngokunyanga kwabantu, ngobuqetseba obusemaqningeni olahlekiso; siti ke sinyanisekile elutandweni, sikúlele ngezindawo zonke kuye lo uyintloko u-Kristu: ekupuma kuye ukuti, umzimba wonke uhlangene kakuhle, ubandakanywe ngako konke ukuxomekelelana *kwamalungu*, okuluncedo okusebenza ngomlinganiso wendawo zonke ngazinye, ukúlise umzimba, use ekuzakéni ngotando.

I-VANGELI. U-Yohane Ongewele xv. 1.

MNA ndingum-diliya wenyano, umlimi wawo ke ngu-Bawo. Amasebe onke akum angatwali siqámo, uyawasusa; onke atwala isiqámo uyawacoca, ukuze atwale isiqámo ngakumbi. Nina senihlambulukile ngenxa yelizwi endilitetileyo kuni. Hlalani kum, mna ndihlale kuni. Njengokuba isebe lingenako

ukutwala isiqámo ngokwalo, lingahlalanga em-dili-yeni; ngokunjalo aninako nani, ningahlalanga kum. Um-diliya ndim, nina ningamasebe; lowo uhleli kum, ndibe mna ndihleli kuye, yena utwala isiqámo esininzi; ngokuba ningekum aninakwenza nto. Ukuba umntu ute akahlala kum, ulahlelwa pandle njengesebe, ome; baze abantu bawabute, bawapóse emlilweni, atshiswe. Ukuba nite nahlala kum, namazwi amahlala kuni, nocela into enisukuba niyitanda, niyenzelwe. Uzukiswa u-Bawo ngalento, yokuba nitwale isiqámo esininzi, niyakuba ngabam abafundi ke. Njengoko u-Bawo wanditandayo, nam ndanitanda. Hlalani elutandweni lwam. Ukuba niti niyigcine imiteto yam, niyakuhlala elutandweni lwam; njengokuba nam ndayigicinayo imiteto ka-Bawo, ndahlala elutandweni lwake. Ezizinto ndizitatile kuni, ukuze uvuyo lwam luhlale kuni, luti novuyo lwenu luzaliseke.

UMHLA KA-FILIPU ONGCWELE NOKA-YAKOBI ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TXIXO Somandla, ekububomi obungunapakade ukukwazi Wena; Senze simazi kanye u-Nyana wako u-Yesu Kristu ukuba uyindlela, nenyano, nobomi; size siti, silandela emkondweni waba-Postile bako abangwele, u-Filipu no-Yakobi, sibambe indlela esinga ebomini obungunapakade; ngaye u-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. Ka-Yakobi Ongcwele i. 1.

U-YAKOBI, umkonzi ka-Tixo ne-Nkosi u-Yesu Kristu, ubalela izizwe ezilishumi elinazibini ezizintsali, ebulisa. Kubaleleni ekufini kuluvuyo

olukulu, bazalwana bam, nxa nite namelwa zizilingo ngezilingo; nisazi nje ukuba ucikido lokólo lwenu lusebenza umonde. Umonde ke mawube nomsebenzi ozalisekileyo, ukuze nibe ngabazalisekileyo abagqibeleleyo, ningaswele nto. Ukuba ke ubani kuni uswele ubulumko, makacele ku-Tixo, onika bonke ngesisa engatetisi, wobunikwa. Ke, makacele ekólwa, engatandabuzi; kuba lowo utandabuzayo ufana nokulatyuzo kolwandle luqútywa ngumoya, luntsileka. Kuba lomntu makangabi uyakwamkela nto kuyo i-Nkosi. Indoda empefumlo umbaxa ayizimaseki kuzo zonke indlela zayo. Ke umzalwana otobekileyo makaqáyise ngokupakama kwake; osityebi ke makaqáyise ngokutobeka kwake; ngokuba uyakudlula njengentyantambo yencá. Kuba liti lakupuma ilanga kunye nolopu, liyitshise incá, iti intyantambo yayo ivutuluke, buti nobuhle bembonakalo yayo butshabalale; siyakwenjenjalo nesityebi ukungumbeka eluhambeni lwaso. Inenyweba indoda ekunyamzelayo ukulingwa; ngokuba yoti, yakuba icikidekile, isamkele isitsaba sobomi, ebabeke ngedinga i-Nkosi abo bayitandayo.

I-VANGELI. U-Yohane Ongcwele xiv. 1.

WATI u-Yesu kubafundi bake, Mayingakatazeki intliziyo yenu; niyakólwa ku-Tixo, kólwani nakum. Endlwini ka-Bawo zininzi indawo zokuhlala; ukuba bekungenjalo ngendanixelelayo. Ndiyemka ndiya kunilungisela indawo: ukuba ke ndimkile, ndaya kunilungisela indawo, ndiyakubuya ndize ndinamkelele kum ngokwam, ukuze apo ndikóna mna, nibe kóna nani. Apo ke ndiya kóna mna niyazi, nendlela niyayazi. Utí u-Tomas kuye, Nkosi, asazi apo uya kóna; singati-nina ke ukuyazi indlela? Utí u-Yesu kuye, Indlela, inyaniso, ubomi ndim lo;

akukò namnye uzayo ku-Bawo, engezi ngam. Ukuba benindazile mna, ningenimazile no-Bawo; ngoku ke niyamazi nimbonile nokumbona. Ati u-Filipu kuye, Nkosi, sibonise u-Yihlo, kosanelisa. Uti u-Yesu kuye, Ndinaxesha lingakanana ndinani nje, akukandazi na, Filipu? Lowo undibonileyo mna umbonile u-Bawo; utsho nganina ke wena ukuti, Sibonise u-Yihlo? Akukólwa na ukuba mna ndikuye u-Bawo, abe ke u-Bawo ekum? Amazwi endiwatetayo mna kuni, andiwateti epuma kum; u-Bawo ke ohleli kum nguye oyenzayo imisebenzi le. Kólwani ndim, ukuba mna ndikuye u-Bawo, nokuba u-Bawo ukum; okanye ke kólwani ndim ngenxa yayo imisebenzi. Inene, inene nditi kuni, Lowo ukólwayo kum, imisebenzi endiyenzayo mna, uyakuyenza naye yena; nemikulu kunale uyakuyenza, ngokuba mna ndisiya kuye u-Bawo. Nento enite nayicela nge-Gama lam ndoyenza yona, ukuze u-Yise azukiswe kuye u-Nyana. Ukuba nite nacela into nge-Gama lam, ndoyenza mna.

UMHLA KA-BARNABAS ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

NKOSI, Tixo Somandla, owamnika um-Postile wako ongwele u-Barnabas izipò ezizodwa zo-Moya Oyingwele; Siyakukúnga ukuba ungasishiyi siswele izipò zako ezininzi, usipé amandla okukudumisa ngazo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo xi. 22.

LWAVAKALA udaba lwabo ezindlebeni ze-Kerike yase-Yerusalem; bamkúpa ke u-Barnabas, ukuba ahambe ade aye kufika kwa-Antiyokwe. Ote

akufika wawabona amandla ka-Tixo, wavuya, wabavuselela bonke, ukuba bati, ngengqibo yentliziyo bahlale benamatele e-Nkosini. Kuba ebeyindoda elungileyo, ezele ngu-Moya Oyingwele nalukòlo: kongezelelwa e-Nkosini abantu abaninzi. Wemka ke u-Barnabas, waye e-Tarso esiya kufuna u-Saule. Wati akuba emfumene, wamsa kwa-Antiyokwe. Kwati ke umnyaka upéla, bahlangana ne-Kerike, bafundisa abantu abaninzi. Kananjalo abafundi baqala ukubizwa ukuba ngama-Kristu kwa-Antiyokwe. Keka-loku ngalomihla kwehla aba-profite besuka e-Yerusalem, beza kwa-Antiyokwe. Kwesuka omnye kubo, ogama lingu-Agabo, waqondisa ngaye u-Moya ukuba bekuzakubakò indlala enkulu kulo lonke elimiweyo; eyabakò ke ngemihla ka-Klaudiyo Kesare. Bati ke abafundi, njengoko elowo ebenako, baqgiba ngeliti bayakutumela into yokubanceda abazalwana ababemi e-Yudeya. Abate bakwenza nokukwenza, batumela kuwo amadoda amakulu ngezandla zika-Barnabas no-Saule.

I-VANGELI. U-Yohane Ongwele xv. 12.

NGUWO lo umteto wam, wokuba nitandane nje ngoko ndanitandayo nina. Akukò namnye unalo utando olungapezu kolu, lokuba ubomi bake abuncamele izihlobo zake. Nizihlobo zam nina, ukuba niti nikwenze konke endinimisela kóna mna. Andisatsho ukuti ningabakonzi; ngokuba umkonzi akakwazi okwenziwa yinkosi yake; mna ke nditè nizihlobo; ngokuba zonke izinto endaziva ku-Bawo, ndanazisa zona. Asinini enanyula mna, ndim owanyula nina, ndanimisela, ukuze niye nitwale isiqámo, nokuze isiqámo senu sihlale; ukuze oko enite nakuzelela ku-Bawo nge-Gama lam nikunikwe.

UMHLA KA-YOHANE ONGCWELE
UM-BAPTIZI.

UM-TANDAZWANA.

TXISO Somandla, owati ngokwazelelela kwako wenza ukuba isicaka sako u-Yohane um-Baptizi azalwe ngokungummangaliso, wamtuma ukuya kumlungiselela indlela u-Nyana wako u-Msindisi wetu ngokushumayela inguquko; Senze siti silandela nje imfundiso nentlalo yake engcwele, siguquke ngokushumayela kwake, siti njengaye sitete inyaniso ngokuqinileyo, sikálimele inkohlakalo kabukáli, sinyamezele ubunzima ngenxa yanyaniso; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen*

EYE-NCWADANA. U-Yesaya xl. 1.

TTUTUZELANI, tutuzelani abantu bam, utsho u-Tixo wenu. Tetani kuyo intliziyo ye-Yerusalem nimemeze kuyo, niti kugqityiwe ukulwa kwayo, niti buhlaulelwe ubugwenxa bayo; niti yamkeliswe esandleni se-NKOSI okupindwe kabini kwizono zayo zonke. Yivani! omemezayo esiti, Vulani indlela ye-NKOSI entlango, gecani umendo wo-Tixo wetu ebugxwayibeni. Yonke imifula mayiditywe, zonke intaba nenduli zidilizwe; indawo ezimagqagala zibe litafa, nemixawuka ibe zintili. Butyileke ubuqaqauli be-NKOSI, lububone uluntu lonke kunye; ngokuba utetile umlomo we-NKOSI. Yivani! oti, Memeza. Ati yena, Ndimemeze nto-nina? Yiti, Yonke inyama butyani, bonke ubuhle bayo bunjengentyantyambo yasendle; buyoma utyani, iyabuna intyantyambo, ngokuba umoya we-NKOSI uvutuza kuyo; inene babutyani abantu. Buyoma utyani, iyabuna intyantyambo; ke lona ilizwi lika-Tixo wetu liyakuma ngonapakade. Nyuka uye entabeni epakamileyo,

ntshumayeli yendaba ezilungileyo, Tsiyon; pakamisa ngamandla izwi lako, ntshumayeli yendaba ezilungileyo, Yerusalem; pakamisa, ungowoyiki, yiti kwimizi yakwa-Yuda, Nanko u-Tixo wenu! Nantsi i-NKOSI u-Tixo isiza, ingowomeleleyo, ingalo yayo iyilaulela. Nangu umvuzo wayo inawo, nomsebenzi wayo upambi kwayo. Iyakuwalusa umhlambi wayo, iyakuwabuta ngengalo zayo amatakane, iwatwale esifubeni sayo, izitundeze ezányisayo.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele i. 57.

KEKALOKU ixesha lika-Elizabethela lazaliseka lokuba azale, wazala unyana. Beva abamelwane nemizalwane yake, ukuba i-Nkosi iyenze nkulu inceba yayo kuye, baye bevuyisana naye. Kwati, ngomhla wesi-bozo beza kumalusa umntwana, baye bemtiya igama likayise *besiti* ngu-Zekariya. Koko wapendulayo unina watl, Hai; uyakubizwa ngokuba ngu-Yohane. Bati kuye, Akukó namnye ubizwa ngelagama kwimizalwane yako. Baye ke benqwala kuyise besiti, angatanda ukuba atiwe-nina ukubizwa. Wabiza icwecwana, wabála esiti, Igama lake ngu-Yohane. Bama-ngaliswa bonke, wavuleka ke kwa oko umlomo wake, lwatukululeka nolwimi lwake, wateta ebonga u-Tixo. Kwehla ukoyika pezu kwalo lonke umelwane lwabo, kwaye kulo lonke elentaba lase-Yudeya kuxoxwa ngazo zonke ezizinto. Bati bonke abazivayo bazibeka ezintliziyweni zabo, besiti, Azi uyakuba yinto-nina lomntwana? Saye isandla se-Nkosi sinaye. U-Zekariya uyise wazaliswa ngu-Moya Oyingcwele, waprofita esiti, Mayibongwe i-Nkosi u-Tixo ka-Sirayeli; ngokuba ibavelele yabakúlula abantu bayo. Yasipakamisela upondo losindiso endlwini ka-Davide isicaka sayo; njengoko yatetayo ngomlomo waba-profite bayo abangcwele ababekó kwasepakadeni; Usindiso

lokusisindisa ezintshabeni zetu, nasesandleni sabo bonke abasitiyayo; ukubenzela inceba obawo betu, nokukumbula umnqopiso wayo ongewele; isifungo eyasifungela u-Abraham ubawo wetu; sokusinika ukuba siti sihlangukwe esandleni sentshaba zetu, siyikonze singenakoyika, ngobungewele nangobulungisa pambi kwayo, yonke imihla yobomi betu. Nawe, mntwana, uyakubizwa ngokuba ungum-profite w-Osenyangweni; kuba uyakuhamba pambi kobuso be-Nkosi, ulungise indlela zayo; ukuze ubanike abantu bayo ukwaziwa kosindiso, ngoxolelo lwezono zabo, ngenxa yenceba nemfesane yo-Tixo wetu, ote ngaye wasivelela umso wasenyangweni; ukuba ukanye kwabo bahleliyo ebumnyameni nasetunzini lokufa, nokuba uzingenise inyawo zetu endleleni yoxolo. Wakula umntwana, waye esomelela ngomoya, waye esentlango kwada kwayimini yokubonakaliswa kwake ku-Sirayeli.

UMHLA KA-PETROS ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, ote ngo-Nyana wako u-Yesu Kristu wampá um-Postile wako u-Petros Ongcwele izipó ezininzi ezibalulekileyo, wamya lela ngenyameko ukuba awalúse umhlambi wako; Yenza ukuba bonke o-Bishop naba-Fundisi balishumaye le ngokukúteleyo i-Lizwi lako elingcwele, bati nabantu balitobele, baze bamkeliswe isitsaba sozuko olungapeliyo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo xii. 1.

KEKALOKU ngeloxesha u-Herode ukumkani wabesa izandla abatibele bayo i-Kerike ukuba abapáte kakubi. Wambulala ke u-Yakobi umzalwana

ka-Yohane ngecele. Wati akubona ukuba oko kuwákólisile ama-Yuda, waqokela ngokubamba no-Petros. (Yaye ke iyimihla yezonka ezingenagwele leyo.) Akuba ke embambile wamfaka en-tolongweni, wamnikela kumaqela amane ama-soldati angamane, ukuba amgcine, enxámele ukuze emveni kwe-Pasika amkúpe amse ebantwini. Wageinwa ngoko okunene u-Petros en-tolongweni; ke kwatandazwa yi-Kerike ngenyameko ku-Tixo ngenxa yake. Xa ke u-Herode wayezakumkúpa, u-Petros ngobobusuku wayelele pakati kwama-soldati amabini, ekonxiwe ngemixokelelwane emibini; baye nabalindi beyigcinile intolongo pambi kwesango. Yati ke i-ngelosi ye-Nkosi yamfikela, kwakánya nokukánya kwelogumbi lentolongo, yambeta ecaleni u-Petros, yamvusa, isiti, Pakama msinya. Yawa imixokelelwane yake ezandleni. Yati kanjalo i-ngelosi kuye, Binqa, ubope izixatula zako. Wenjenjalo ke. Yati kuye, Yambata ingubo yako, undilandele. Wapuma, wayilandela; wayengazi ukuba iyinene lento yenziweyo nge-ngelosi leyo, ebeba ke ubone umbono. Begqitile ke kwelokuqala nakwelesibini iqela labalindi, bafika esangweni lentsimbi elibékisa kuwo umzi, elati lavuleka kubo ngokwalo; bakupuma bahamba isi-trate sasinye; yati kwa oko i-ngelosi leyo yemka kuye. Waza u-Petros akuziqonda wati, Kaloku ndiyazi okwenyaniso, ukuba i-Nkosi itume i-ngelosi yayo, yandihluta esandleni sika-Herode nakuko konke ukulindela kwabantu bama-Yuda.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele xvi. 13.

A KUFIKA u-Yesu emacaleni ase-Kesareya yakwa-Filipu, wababuza abafundi bake, esiti, Bati abantu ndingubanina mna Nyana womntu? Bati ke bona, Inxenye ití, Ungu-Yohane um-Báptizi; abanye

bati, Ungu-Eliya; bambi bati, Ungu-Yeremiya, mhlumbi ungomnye wakuba-profithe. Ati kubo, Ke nina niti ndingubanina? Wapendula ke u-Simon Petros wati, Wena unguye u-Kristu, u-Nyana ka-Tixo opili-leyo. Wapendula u-Yesu wati kuye, Unenyweba, Simon ka-Yona, ngokuba akukutyilelwanga oku yinyama negazi, ukutyilelwe ngu-Bawo osezulwini. Nam ke nditi kuwe, Ungu-Petros wena, ndiyakuyakela pezu kolulwalwa i-Kerike yam, namasango e-hadesi akayikuyoyisa. Ndiyakukunika izitshixo zobukumkani bezulu; kuti ke ote wakubopa emhlabeni, kubopeke ezulwini; kuti ote wakukulula emhlabeni, kukululeke ezulwini.

UMHLA KA-YAKOBI ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Onetafu, om-Postile wako u-Yakobi Ongewele washiya uyise nako konke abenako, wati akubizwa ngu-Nyana wako u-Yesu Kristu wamlandela, akalibala; Masiti nati, sizilahla zonke inkanuko zelizwe nezenyama sihlale silungele ukuyitobela imiteto yako engewele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo xi. 27—xii. 3.

KEKALOKU ngalomihla kwehla aba-profithe besuka e-Yerusalem, beza kwa-Antiyokwe. Kwesuka omnye kubo, ogama lingu-Agabo, waqondisa ngaye u-Moya ukuba bekuzakubako indlala enkulu kulo lonke elimiweyo; eyabako ke ngemihla ka-Klaudiyo Kesare. Bati ke abafundi, njengoko elowo ebenako, bagqiba ngeliti bayakutumela into yokubanceda

abazalwana ababemi e-Yudeya. Abate bakwenza nokukwenza, batumela kuwo amadoda amakulu ngezandla zika-Barnabas no-Saule. Kekaloku nge-loxsha u-Herode ukumkani wabesa izandla abatile bayo i-Kerike ukuba abapate kakubi. Wambulala ke u-Yakobi umzalwana ka-Yohane ngerere. Wati akubona ukuba oko kuwakolisile ama-Yuda, waqokela ngokubamba no-Petros.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongewele xx. 20.

NGELOXESHA kweza kuye unina wonyana baka-Zebedi ononyana bake, equbuda, eecla into kuye. Wati ke yena kuye, Utanda nto-nina? Ati kuye, Yitsho baze onyana bam bobabini bahlale, omnye ngasekunene kwako, omnye ngasekohlo, ebukmkanini bako. Upendule ke u-Yesu wati, Aniyazi into eniyicelayo. Ninako na ukuyisela indebe endizakuyisela mna, nibaptizwe ngo-baptizo endibaptizwa ngalo mna? Bati kuye, Sinako. Ati kubo, Okunene indebe yam niyakuyisela, no-baptizo endibaptizwa ngalo mna niyakubaptizwa kwa ngalo; kodwa kona ukuhlala ngasekunene kum nangasekohlo kum asi-kwam ukupa ngako, kopiwa abo kulungiselwe bona ngu-Bawo. Bekuvile ke oko abalishumi, bacapukela abobazalwana bobabini. Kekaloku u-Yesu ebabizele kuye wati, Niyazi ukuba abapati be-Ntlanga bayazi-pata ngobukosi, nabo bazinkulu benza ngegunya kuzo. Zekungabi njalo ke pakati kwenu nina; osukuba enga angaba mkulu pakati kwenu, makabe ngumlungiseleli wenu; nosukuba enga angaba ngowokuqala pakati kwenu makabe ngumkonzi wenu: kwa njengokuba u-Nyana womntu engezanga kulungiselelwa, weza kulungiselela, nokuncama ubomi bake bube yintlaulelo yokukulula abaninzi.

UMHLA KA-BARTOLOMEYU ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla Ongunapakade, owannika um-Postile wako u-Bartolomeyu ufele lokuba akò-lwe ngokwenene li-Lizwi lako alishumaye; Yenza, siyakukunga, ukuba i-Kerike yako ilitande elo-Lizwi wakòlwa lilo, yamkele ishumaye oko wakufundisayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Izenzo v. 12.

KEKALOKU ngazo izandla zaba-Postile kwabakò imiqondiso nezimanga ezininzi pakati kwa-bantu; (baye bonke bemxelo mnye entendelezweni ka-Solomon: kekaloku, kwabanye akubangakò namnye waba nobuganga bokuzinamatelisa kubo: baye abantu bebenze bakulu: kwaba kukona ke kongezwayo abakòlwayo kwi-Nkosi, into eninzi yamadoda neyabafazi :) bada bayitwalela pandle imilwelwe ezitrateni, bayibeka emimandlalweni nasezinkukweni, ukuze kuti, akuza u-Petros, kubekò kuyo eti isityeke-lwe situnzi sake. Yaye ke ibutelana e-Yerusalem nenkita yabemizi ejikelezileyo, itwele imilwelwe nabakatazwa ngomoya abancòlileyo, ababesiti bona bapiliswe bonke.

I-VANGELI. U-Luka Ongewele xxii. 24.

KEKALOKU kwabakò nokubangisana pakati kwa-bo, kokuti ngu-wupina kubo ekungatiwa ngomkulu. Uté ke yena kubo, Okumkani be-Ntlanga bayazipáta ngobukosi; kwa nabo benza ngegunya kuzo kutiwa ngabancedi. Ke nina zeningabi njalo: omkulu kuni makabe njengomncinane: nongumpáti makabe njengomlungiseleli. Kuba ngu-wupina

omkulu, ngulowo uhleli e-tafileni, ngulowo ulungisele-layo kusinina? asingulowo uhleli e-tafileni na? ke mna pakati kwenu ndinjengomlungiseleli. Nina ke ningabo basoloko behleli kum ekulingweni kwam. Nam ndinimisele ubukumkani, njengokuba u-Bawo endimisele mna; ukuze nidle nisele e-tafileni yam ebukumkanini bam, nihlale ezi-troneni, nigweba izizwe ezilishumi elinazibini zakwa-Sirayeli.

UMHLA KA-MATEYU ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, owati ngaye u-Nyana wako onco-mekayo wambiza u-Mateyu, ehleli endaweni ye-tafu, abe ngum-Postile nom-Vangeli; Sipé amandla okuba silahle yonke iminqweno emibi yobutyebi, sisuke simlandele u-Nyana wako lowo, u-Yesu Kristu, ohleli elaula ndawonye nawe no-Moya Oyingwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

I-NCWADANA. 2 Kwabase-Korinte iv. 1.

NGENXA yoko sinabo nje obubukonzi, siti, nje-ngoko senzelve inceba, singeti-mandla; sisuke sizilahle izinto ezifihlakeleyo ezizintloni, singahambi ngobuqetseba, singalipáti ngenkohliso i-Lizwi lika-Tixo. Ukuba ke zigutyungelwe indaba ezilungileyo zetu, zigutyungelwe kwabo batshabalalayo; ate utixo welipakade wazimfamekisa ngapakati kwabo ingqiqo zabangakòlwayo, ukuze singabengezeli kubo isikányiso sendaba ezilungileyo zobuqaqauli buka-Kristu, ongumfanekiso ka-Tixo. Kuba asizivakalisi tina, sivakalisa u-Kristu Yesu i-Nkosi; sibe ke tina *sizivakalisa* ukuba singabakonzi benu ngenxa ka-Yesu. Ngokuba ngu-Tixo, yena wati ukányiso

malukanye ebumnyameni, okanyisele intliziyo zetu, ukuze kukanye ukwaziwa kobuqaqauli buka-Tixo abusweni buka-Yesu Kristu.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele ix. 9.

KWATI edlula apo u-Yesu wabona umntu ehlel endaweni ye-fafu, okutiwa ngu-Mateyu: wati kuye, Ndilandele. Wesuka ke, wamlandela. Kwati, akubon' ukuba uhleli ngase-tafileni endlwini, yati into eninzi yababuti be-fafu naboni yeza yahlala ndawonye no-Yesu nabafundi bake. Bakukubona oko abafarisi, bati kubafundi bake, Kunganina ukuba u-Mfandisi wenu adle nababuti be-fafu naboni? Ekuvile ke u-Yesu oko, wati kubo, Akufuneki gqira kwabapilileyo, lifuneka kwabafayo. Kaniye nifunde ukuba kukutl-nina ukutl, Nditanda inceba, anditandi dini; kuba andize kubiza malungisa, ndize kubiza aboni ukuba baguquke.

UMHLA KA-MIKAYELI ONGCWELE NE-NGELOSI ZONKE.

UM-TANDAZWANA.

TXO Ongunapakade, owamisela ubukonzi be-Ngelosi nobabantu ngommiselo ongummangaliso; Yiti ngetafu, njengokuba i-Ngelosi zako ezingcwele zihlala zikukonza ezulwini, wenze okokuba zisixase zisikusele apa emhlabeni: ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

EYE-NCWADANA. Isi-Tyilelo xii. 7.

KWABAKO imfazwe ezulwini, u-Mikayeli ne-ngelosi zake besenza imfazwe nenamba, inamba ne-ngelosi zayo zisenza imfazwe; azabi nakweyisa,

kanjalo ayabi safunyanwa indawo yazo ezulwini. Yaposwa pantsi inamba enkulu, inyoka yakudala, leyo kutiwa ngumtyoli, u-Satana ke, lowo ulilahlakisayo elimiweyo lipela, yaposwa emhlabeni, ne-ngelosi zayo zaposwa kunye nayo. Ndaza ndeva izwi elikulu ezulwini lisiti, Ngoku lute usindiso, namandla, nobukumkani, lwaba loluka-Tixo wetu, negunya laba leluka-Kristu wake; ngokuba ukahlelwe pantsi ummangaleli wabazalwana betu, lowo ubamangalelayo emehlweni ka-Tixo wetu imini nobusuku. Bameyisile bona ngenxa yegazi le-Mvana, nangenxa yelizwi lobunqina babo; ababutandanga ubomi babo kwada kwasekufeni. Ngenxa yoko yibani nemihlali, nina mazulu, nani nihleli kuwo. Yeha abo bawumiyo umhlaba nolwandle! ngokuba uhlele weza kuni umtyoli enomsindo omkulu, esazi nje ukuba ixesha analo lincinane.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele xviii. 1.

NGELOLIXA beza abafundi ku-Yesu, besiti, Ngubanina ke omkulu kunabanye ebukumkanini bezulu? U-Yesu wabizela kuye umntwana, wammisa pakati kwabo, wati, Inene nditl kuni, Ukuba anitanga niguquke, nibe njengabantwana aba, aniyikuké ngenene ebukumkanini bezulu. Osukuba ngokote wazitoba njengalomntwana, nguye omkulu kunabanye ebukumkanini bezulu. Kanjalo ote wamkela umntwana onje noko amnye nge-Gama lam, wamkela mna. Ke ote wakubekisa noko amnye wabancinane bakolwayo kum, ebelungelwe kanye kukuba anxietywe ilitye lokusila entanyeni, antywiliselwe enzulwini yolwandle. Yeha umhlaba ngezikubekiso! kuba azinakuba zingezi izikubekiso; kodwa yeha lomntu siza ngaye isikubekiso! Ukuba ke isandla sako nokuba lunyawo lwako luyakukubekisa,

lunqamle, ululahle: kukulungele ukuba ungene ebomini usiqwala mhlaumbi usilima, kunokuba uti unezandla ezibini mhlaumbi unenyawo ezimbini uposwe emlilweni ongunapakade. Nokuba iliso lako liyakukubekisa, lincotule, ulilahle; kukulungele ukuba ungene ebomini unaliso linye, kunokuba uti unamehlo amabini uposwe esihogweni somlilo. Lumkani ningadeli namnye wababancinane; kuba nditi kuni, I-ngelosi zabo ezulwini zihlala zibubona ubuso buka-Bawo osezulwini.

UMHLA KA-LUKA ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, owambiza u-Luka obeligqira, odumo luse-Vangelini, abe ngum-Bali we-Vangeli negqira lokupilisa umpfumlo; Zipilise, siyakukungisa, zonke izifo zemipefumlo yetu ngayo imfundiso yake; ngenxa yemfaneleko yo-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA 2 Ku-Timoti iv. 5.

KE wena yiba yincatu ezintweni zonke, nyamezela ububi, wenze umsebenzi womshumayeli we-Vangeli, buzalise ubukonzi bako. Kuba mna senditlulwa ngokomnikelo; nalo ixesha lokunduluka kwam likufupi. Umzamo omhle ndiwuzamile, ugqatsa ndilufezile, ukolo ndilugecinile. Okokugqibela ndibekelwe isitsaba sobulungisa, eyakundibuyisela ngaso ngalomini i-Nkosi u-Mgwebi olilungisa, ingabi ndim ndedwa ke, ibe ngabo bonke abakutandayo ukubonakala kwayo. Kauleza uze kum kamsinya; kuba u-Demas wandishiya ngokutanda umhlaba lo ukoyo, waya e-Tesalonika; u-Kreske uye kwelase-

Galati; u-Tito uye kwelase-Dalmati. Ngu-Luka yedwa onam. Tabata u-Marko uze naye; kuba unokundinceda kakuhle kumsebenzi wobukonzi. Ke u-Tikiko ndamtuma e-Efeso. Ingubo endayishiya e-Trowa ku-Karpo uz' uyipate ekuzeni kwako, nene wadi ezo, ngokukodwa ezezintsu. U-Alesandire umkandi wobedu wandenza into ezininzi ezimbi; yanga i-Nkosi ingambuyekeza ngokwemisebenzi yake. Mlumkele nawe, kuba wawaeasa kunene amazwi etu.

I-VANGELI. U-Luka Ongcwele x. I.

EMVENI kwezizinto i-Nkosi yabalula yamisela abanye kanjalo, bemashumi asixenxe; yabatuma ngababini pambi kobuso bayo kuyo yonke imizi nendawo ebizakuya kuzo yena. Yayisiti ngoko kubo, Uvuno okunene lukulu, kodwa bona abasebenzi bambalwa; kungani ngoko e-Nkosini yokuvuna, ikupe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo. Hambani; niyabona, mna ndinituma njengemvana pakati kwencuka. Musani ukupata nxowa yamali, nanxowa yampako, nazihlangu; ningabulisi mntu endleleni. Nendlu enisukuba ningene kuyo, yitini kuqala, Uxolo malube kulendlu. Ukuba angaba ulapo owoxolo, uxolo lweni lolilala pezu kwake; ukuba ke akunjalo, lobuyela kwa kuni. Hlalani ke kulondlu, nisidla nisela izinto abanazo: kuba osebenzayo uwufanele umvuzo wake.

UMHLA KA-SIMON ONGCWELE NOKA-YUDA ONGCWELE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, oyakileyo i-Kerike yako pezu kwesiseko saba-Postile naba-Profito, u-Yesu Kristu ngokwake elilitye elikulu lembombo; Senze

ukuba simanywe sibe moya mnye ngayo imfundiso yabo, size sakiwe sibe yi-tempile engcwele etandekayo kuwe; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-NCWADANA. U-Yuda Ongcwele 1.

U-YUDA umkonzi ka-Yesu Kristu, umzalwana ke ka-Yakobi, *ubálela* abangcwalisiweyo beku-Tixo u-Yise, begcinelwe u-Yesu Kristu, bengababiziweyo, *uti*: Makwandiswe kuni inceba, noxolo, notando. Zintanda, ndikukútales ngenyameko yonke nje ukunibálela ngalo usindiso lwetu sonke, kwafuneka ukuba ndinibálele ndinivuselele, ukuba niyizamele inkolo abayinikelwayo kwakanye abangcwele. Kuba bekungene ngasese abantu abatile, abo babebalulelwe ngenx' engapambili kololugwebo, abangahloneli-Tixo, belujikela ebufoletyweni ufele luka-Tixo wetu, bemkányela okupéla ko-Mnini-nto zonke, u-Tixo wetu, i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu. Ndinga ke ndingankúmbuza, nangona nikwaziyo kakade oku, ukuba i-Nkosi, yakuba ibasindisile abantu emhlabeni wase-Yiputa, yati pezu koko yabatshabalalisa abo bangakólwanga. Kananjalo i-ngelosi, ezo zingalugcinanga ulaulo lwazo, zesuka zalishiya ikáya lazo, izigcinele umgwebo womhla omkulu ngemixokelelwane engunapakade pantsi kwesitokotoko. Njengokuba i-Sodom ne-Gomora, nayo imizi engakuyo, ibisenza umbulo ngohlolo olufana nolwazo ezo, imka ilandela nyama yimbí, ibekwe ekuhleni ukuba ibe ngumqondiso, iviswa ubeto lomlilo ongunapakade. Kwangokunjalo nabo aba bapúpayo badyobe inyama, ke ubukosi babutshitshise, banyelisa amagunya.

I-VANGELI. U-Yohane Ongcwele xv. 17.

NDINIWISELA lomteto wokuba nitandane. Ukuba umhlaba unitiyile, yazini ukuba unditiye kuqala kunani. Ukuba beningabomhlaba, umhlaba

ngewutanda okwawo; ke ngokuba ningengabomhlaba, ndaninyulayo mna kuwo umhlaba, ngenxa yoko umhlaba unitiyile. Likúmbuleni ilizwi endalitetayo mna kuni, eliti, Akukó mkonzi umkulu kunenkosi yake. Ukuba banditshutshisa mna, bonitshutshisa nani; ukuba ilizwi lam baligcina, nelenu boligcina. Ke ezizinto zonke bayakuzenza kuni ngenxa ye-Gama lam, ngokuba bengamazi owanditumayo. Ukuba bendingezanga ndateta kubo, ngebengabanga nasono: ngoku abanasikúselo sesono sabo. Lowo utiye mna, utiye no-Bawo. Ukuba bendingenzanga pakati kwabo imisebenzi, engenziwanga mntu wumbí, ngebengabanga nasono: kaloku ke babonile, bati banditiye mna no-Bawo. Kwenzeke ukuze lizaliseke ilizwi elibáliweyo emtetweni wabo, eliti, Banditiya kungekó sizatu. Kodwa xa ate wafika u-Mteteleli, endiyakuntuma mna kuni evela ku-Bawo, u-Moya wenyano ke opuma ku-Bawo, yena wonqina ngam. Nani ke niyanqina, ngokuba beninam kwasekuqaleni.

UMHLA WA-BANGCWELE BONKE.

UM-TANDAZWANA.

TIXO Somandla, obamanyileyo abanyulwa bako ngobudlelane obunye emzimbeni wo-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu; Sipé amandla okuba sibafuze a-Bangcwele bako ngentlalo emsulwa neyokuhlonela wena, side sifike enywebeni leyo ingenakubaliswa owayilungiselela abakutandayo ngokwenyaniso; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

EYE-NCWADANA. Isi-Tyilelo vii. 2.

NDABONA enye i-ngelosi inyuka ivela empumalanga, inetywina lika-Tixo opilileyo; yadanduluká ngezwi elikulu kuzo i-ngelosi zozine ezanikwa

igunya lokuwona umhlaba nolwandle, isiti, Musani ukuwona umhlaba, nolwandle, nemiti, side sibatywine abakonzi baka-Tixo wetu emabunzini abo. Ndaliva inani labo batywinweyo; kutywinwe ikulu elinamashumi mane anesine lamawaka kuzo zonke izizwe zonyana baka-Sirayeli.

Esizweni sakwa-Yuda kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Ruben kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Gadi kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Ashere kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Naftali kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Manase kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Simon kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Levi kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Isakare kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Zebulon kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Yosefu kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Esizweni sakwa-Benjamin kutywinwe ishumi elinamabini lamawaka.

Emva koko ndabona, nango umkosi omkulu wabantu, ebekungekó namnye unako ukuwubala, upume kuzo zonke intlanga, nezizwe, nentlobo, nelwimi, bemi pambi kwe-trone napambi kwe-Mvana, bezambete ingubo ezinde ezimhlope, benamasundu ezandleni zabo; bedanduluka ngezwi elikulu, besiti, Usindiso

kuye u-Tixo wetu lowo uhleli pezu kwe-trone, nakuyo i-Mvana. Zaye zonke i-ngelosi zimi, zenze isanqa e-troneni nakuwo amadoda amakulu, nakuzo izinto ezipilileyo zozine, zawa pambi kwe-trone ngobuso bazo, zaqubuda kuye u-Tixo, zisiti, Amen; Umbo-ngo, nozuko, nobulumko, nombulelo, nembeko, namandla, nokomelela kuye u-Tixo wetu kuse emapakadeni asemapakadeni. Amen.

I-VANGELI. U-Mateyu Ongcwele v. 1.

U-YESU ebona abantu bebaninzi kakulu, wenyuka intaba; waza akuhlala pantsi, beza kuye abafundi bake. Wawuvula umlomo wake, wabafundisa, esiti, Banenyweba abangamahlwempu ngomoya: ngokuba ubukumkani bezulu bobabo. Banenyweba abakédamileyo: ngokuba bayakonwatyiswa bona. Banenyweba abanobulali: ngokuba umhlaba bayakuwudla ilifa bona. Banenyweba abalambela banxanele ubulungisa: ngokuba bayakuhlutiswa bona. Banenyweba abanenceba: ngokuba bayakwenzelwa inceba bona. Banenyweba abahlambulukileyo intliziyo: ngokuba bayakumbona u-Tixo bona. Banenyweba abaxolisi: ngokuba bayakubizwa ngokuti bangonyana baka-Tixo bona. Banenyweba abatshutshiswa ngenxa yobulungisa: ngokuba ubukumkani bezulu bobabo. Ninenyweba nina, xa bate abantu bangingikiva, banitshutshisa, bateta zonke izinto ezikohlakeleyo ngani bexoka, ngenxa yam. Vuyani, nigcobe kunene; ngokuba umvuzo wenu mkulu ezulwini; kuba benjenjalo ukubatshutshisa aba-profite ababekó pambi kwenu.

UMMISELO

WOKWENZIWA KWESIDLO SE-NKOSI

ESINGUM-TENDELEKO ONGCWELE.

- ¶ *BONKE* abafuna ukungena em-Tendelekweni mabawazele amagama abo ku-Mfundisi, ingekafiki imini yokwenziwa kwawo.
- ¶ *Ukuba kukô owaziwa ngokukohlakala kwake, nomonileyo ummelwane wake ngento ayitetileyo okunye ngento ayenzileyo, yaza i-Ntlanganiso yaxakaniswa; uyakuti u-Mfundisi akukwazi oko, ambize lomntu, amqondise ukuba makangakê alinge ukuza e-Tafileni ye-Nkosi, ade azele ekuhlени ukuba uguqukile kanye, wazilungisa zonke indawo ate wona ngazo, ukuze i-Ntlanganiso ebizakanisiwe nguye ibuye ikóliseke. Kanjalo lomntu makazele ukuba ubaxolisiwe abantu abebonile, ati okunye enze isitembiso sokuti uyakukwenza oko, akuba namandla okwenjenjalo.*
- ¶ *U-Mfundisi uyakwenza kwa ngokunjalo akubona ukuba kukô abantu abanzondo betiyene; angavumi ukuba beze e-Tafileni ye-Nkosi ade abone ukuba baxolelene. Ke ukuba omnye wabo batiyeneyo unga angakuzolela ngentliziyo konke ukoniwa kwake, avume ukwenza imbuyiselo ngokwake ukona; kanti ukuba omnye lowo akavumi, upikele ukuhlala ngenkani nenzondo, u-Mfundisi uyakumamkela oguqukileyo em-Tendelekweni ongwele, amale ongaguqukanga*

Woti u-Mfundisi obakúpayo abantu njengoko kubulweyo apa, ababike ku-Bishop zingekagqiti intsuku ezilishumi elinane. Ati u-Bishop abapáte abobantu ngokomteto omiselweyo.

- ¶ *Maiti i-Tafile ngezeshá lom-Tendeleko ibe ne-linen emhlope entle, ime pakati kwe-Kerike, mhlaumbi e-Chanceleni, apo kwenzelwa kóna imi-Tandazo ya-Kusasa neyango-Kuhlwa. Ati um-Priste emi ngase-Tafileni ngecala langasentla awutete um-Tandazo we-Nkosi nom-Tandazwana olandelayo, abantu begugile.*

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhndweni; Usisindise enkohlakalweni. Amen.

Um-Tandazwana.

TIXO Somandla, ekutyileke kuwe intliziyo zabantu, oyaziyo yonke iminqweno yabo, ongenakufihlelwa nto; Hlambulula intliziyo zetu ngokusipefumlela ngo-Moya wako Oyingcwele, size sikutande ngokupéleleyo, silidumise i-Gama lako elingcwele ngokulifaneleyo; ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

- ¶ *Ati um-Priste, ebêke ebantwini, ashumayele ngezwi elivakalayo IMITETO ELISHUMI, abantu besagugile; bati emva kwemi-Teto ngaminye bataruzise u-Tixo ngenza yokuyigqita kwabo, bacele amandla okuyibamba ngezeshá elizayo.*

Um-Fundisi.

U-TIXO wateta lamazwi, wati; Mna ndiyi-Nkosi u-Tixo wako: Akuyikuba natixo bambi ngapandle kwam.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

Um-Fundisi. Akuyikuzenzela mfanekiso uqingqiweyo, nanto ifana nesezulwini pezulu, nesemhlabeni pantsi, nesemanzini ngapantsi komhlaba. Akuyikubuda kuzo, ungazinquli kanjalo: ngokuba Mna Nkosi Tixo wako ndingu-Tixo onekwéle, ndibuza izono zoyise kubo abantwana kuse kwesesitatu nesesine isizukulwana sabanditiyayo, ndinenceba kumawaka abanditandayo, beyibamba imiteto yam.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

Um-Fundisi. Akuyikufumana ulikankanye i-Gama le-Nkosi u-Tixo wako: kuba i-Nkosi ingayikumyeka angabi natyala ofumana elikankanya i-Gama layo.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

Um-Fundisi. Kumbula umhla we-Sabata uwenze ngewele. Uyakusebenza imihla ibe mitandatu, uwenze wonke umsebenzi wako; ke wona umhla wesixénxe uyi-Sabata ye-Nkosi u-Tixo wako. Akuyikupáta msebenzi ngawo, wena, nonyana wako, nentombi yako, nesicaka sako, nesicakazana sako, nenkomo zako, nowasemzini opakati kwamasango ako. Ngokuba i-Nkosi yadala izulu nomhlaba, nolwandle, nento zonke ezikóna, ngemihla emitandatu, yaza yapumla ngowesixénxe umhla: kungoko i-Nkosi yawusikelelayo umhla wesixénxe, yawungewalisa.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

Um-Fundisi. Beka uyihlo nonyoko; ukuze wolulelwe imihla elizweni oliplwayo yi-Nkosi u-Tixo wako.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

Um-Fundisi. Akuyikubulala.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

Um-Fundisi. Akuyikufexeza.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

Um-Fundisi. Akuyikubá.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

Um-Fundisi. Akuyikunqina ubuxoki ngommelwane wako.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

Um-Fundisi. Akuyikunqwenela indlu yommelwane wako, akuyikunqwenela umfazi wommelwane wako, nesicaka sake, nesicakazana sake, nenkomo yake, nelhashe lake, nanye into eyiyeyake.

Abantu. Taŕu, Nkosi, uyibále lemiteto yako yonke ezintliziyweni zetu, siyakutandaza.

¶ *Kulandele ube mnye kulemi-Tandazwana mibini yokutandazela u-Kumkani, um-Priste emi njengokwangapambili, atí,*

Masitandaze.

TIXO Somandla, obukumkani bungunapakade, nomandla angapéle ndawo; Yiba netaŕu kumzi wako i-Kerike; ulaule intliziyo yomntu wako u-GEORGE, u-Kumkani wetu, aze ati (ezazi ukuba ungunmtu wako) azamele ukuba kuhlolonelwe kudunyiswe wena pezu kwento zonke: size siti tina, nabantu bake bonke, (silazi apo livela kóna igunya lake), simkonze

ngenyanyiso, simbeke, simpulapule, njengoko litshoyo i-Lizwi lako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingewe, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

Okunye,

TIXO Somandla Ongunapakade, sifundiswa li-Lizwi lako elingewele ukuba intliziyo zenkosi zilaulwa nguwe, ikwanguwe oziguqulayo ngokubona kwako: Siyakukunga ngolulamo ukuba mauyilaule intliziyo yo-Kumkani wetu u-*GEORGE*, umntu wako, aze ati yena, ngako konke okukuye, ngentliziyo, ngamazwi, nangezenzo, ahlale ezamela ukuhlonelwa nokudunyiswa kwako, aze akukutalele ukubagcina abantu bako ompatise bona, bahlale ngokonwaba, ngoxolo, nangobulungisa: Yenjenjalo, Bawo, ngenxa yo-Nyana wako oyintanda, u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Kwandule kutetwe um-Tandazwana wemini ekóyo. Ati um-Priste akwugqiba, afunde i-Ncwadana yalomini, esili, i-Ncwadana [ati mhlambi, Isicatshulwa sezi-Bálo esimiselwe i-Ncwadana] ibálwe [sibálwe] kwisahluke — sika —, kuqala kwisahlukwana —. Yakugqitywa i-Ncwadana uyakuti, Ipela apa i-Ncwadana. Aze afunde i-Vangeli, (abantu bem), esili, i-Vangeli engcwele ibálwe kwisahluke — sika —, kuqala kwisahlukwana —. Yakugqitywa i-Vangeli, kucuhwe, mhlambi kute-twe, i-Njxelo yo-Kólo elandelayo, besemi abantu.*

NDIYAKOLWA ku-Tixo omnye, u-Yise u-Somandla, u-Mdali wezulu nomhlaba, Nento zonke ezibonakalayo nezingabonakaliyo:

Nakuyo i-Nkosi inye u-Yesu Kristu, okupela

kozelweyo u-Nyana ka-Tixo, Owazalwa ngu-Yise kungekabikó mhlaba, u-Tixo owazalwa ngu-Tixo, Olu-Kányiso owazalwa nguye Olu-Kányiso, u-Tixo wenene owazalwa ngu-Tixo wenene, Owazalwa, engadalwanga, Emmo nye no-Yise, Zaye zonke izinto zidalwe ngaye: Owati ngenxa yetu tina bantu, nangenxa yosindiso lwetu, wehla ezulwini, Wenziwa waba yinyama ngo-Moya Oyingewele ngayo i-Ntombi u-Mariya, Wenziwa waba ngumntu: Waza wabetelelwa emnqamlezweni ngenxa yetu ngo-Pontiyus Pilato, Weva ubunzima, wancwatywa. Wati ngomhla wesitatu wabuya wavuka ngokwezi-Bálo, Wenyukela ezulwini, Uhleli ngasekunene kuka-Yise; Wobuya eze enobuqaqauli agwebe abahleliyo nabaflelo: Obukumkani bungasayikupela.

Ndiyakólwa naku-Moya Oyingewele, oyi-Nkosi, ongu-Mdlisi wobomi, Opuma ku-Yise naku-Nyana, Onqulwayo edunyiswa kunye no-Yise no-Nyana, Owateta ngaba-Profite. Ndiyakólwa yi-Keike inye, eyi-Katolika, eyaba-Postile. Ndivuma u-Báptizo lunye lokuxolelwa kwezono. Ndikangela nokuvuka kwabaflelo, nobomi belizwe elizayo. *Amen.*

¶ *Andule u-Mfundisi aze ebantwini imihla engcwele nemihla yokuzila ye-veki ezayo efanele ukugcinwa. Atri (ukuba kuyafuneka) ashumayele imini yokwenziwa kom-Tendeleko; kubizwe amagama abazakutshata; kufundwe nencwadi ezivela ku-Bishop, nezokukupa abantu e-Kerikeni. Ngu-Mfundisi kupela onokushumayela nayipi into e-Kerikeni ngezesho le-Nkongo engcwele, naye akanakwenjenjalo engavunyelwanga yimiteto yale-Ncwadi, okunye engayalezwanga ngu-Kumkani, nokuba ngu-Bishop walommandla.*

¶ *Kwandul' ukulandela i-Ntshumayelo.*

¶ *Ati um-Priste abuyele e-Tafileni ye-Nkosi, aqale u-Nikelo, ekêta kwezi-Zahlukwana zilandelayo inani alibonayo.*

MALUKANYE ngokunjalo ukányiselo lwenu pambi kwabantu, ukuze bayibone imisebenzi yenu emihle, bamzukise u-Yihlo osezulwini.

U-Mateyu Ongcwele v.

Ningaziqwebeli ubutyebi emhlabeni, apo konakalisa inundu nomhlwa, nalapo amasela agqobozayo ebé : ziqwebeleni ke ubutyebi ezulwini, apo kungonakalisi nundu namhlwa, nalapo amasela angagqoboziyo ebé.

U-Mateyu Ongcwele vi.

Zonke izinto enisukuba ninga bangazenza abantu kuni, yenzani ezikwanjalo nani kubo ; ngokuba oko kungum-Teto naba-Profité. *U-Mateyu Ongcwele vii.*

Asingabo bonke abati kum, Nkosi, Nkosi, abayakungena ebu-Kumkanini bezulu ; ngokwenzayo ukutanda kuka-Bawo osezulwini. *U-Mateyu Ongcwele vii.*

Wema u-Zakeyu, wati kuyo i-Nkosi, Uyabona, isiqingata sempahla yam, Nkosi, ndisinika amahlwempu ; nokuba ndidle into kabani ngokumtyôla, ndimbuyisela kane.

U-Luka Ongcwele xix.

Ngubanina oké apum' umkosi ngeyake indleko ? Ngubanina otyala isi-diliya, aze angadli siqâmo saso ? Kôna ngubanina owalûsa umhlambi, aze angawadli amasi omhlambi lowo ?

1 Kwabase-Korinte ix.

Ukuba tina sanihlwayelela izinto ezizezo-Moya, yinto enkulu na, ukuba siyakuvuna izinto zenu ezizezenyama ?

1 Kwabase-Korinte ix.

Anazi na, ukuba abo bazisebenzayo izinto ezingewele badla okwe-tempile, nabo bahlala behleli esibingelelweni bahlulelana nesibingelelo eso ? Ngokunjalo ne-Nkosi yabamisela abazasisayo indaba ezilungileyo, ukuba bapile ngendaba ezilungileyo ezi.

1 Kwabase-Korinte ix.

Lowo uhlwayela kakuvimba wovuna kwa kakuvimba ; nalowo uhlwayela kasisa wovuna kwa kasisa. Elowo makanike njengoko agqilê ngako entliziyweni, makungabi kokupuma kabuhlungu nangokunyanzelwa ; kuba u-Tixo utanda umpi ocwáyitileyo.

2 Kwabase-Korinte ix.

Makati lowo ufundiswayo i-Lizwi abelane nalowo ufundisayo ngento zonke ezilungileyo. Musan' ukulahlekiswa ; u-Tixo yena asingowokuhlekisa : kuba into ate wahlwayela yona umntu, wovuna kwa yona.

Kuma-Galati vi.

Njengoko singati sibe netuba, masisebenze okulungileyo kubo bonke ; ngokukodwa ke kwabendlu yokôlo.

Kuma-Galati vi.

Kôna ukuhlonel' u-Tixo, kundawo nye nokwanela, kusekeleze inzuzo enkulu : kuba besingangenanga nanto ehlabatini, kuyabonakala kananjalo ukuba asinakupuma nanto.

1 Ku-Timote vi.

Abazityebi kwelipakade langoku batetele, babe nokwaba kakuhle, babe nobudlelane ; baziqwebele isiseko esihle base exesheni elizakuza, ukuze babubambe ubomi obungunapakade.

1 Ku-Timote vi.

Akanantswela bulungisa u-Tixo, ukude awulibale umsebenzi wenu nomzamo wotando enalubonakalisa kulo i-Gama lake, nabalungiselelayo nje abangcwele, nisamana nibalungiselela.

Kuma-Hebere vi.

Ukwenza okuhle nobudlelane musan' ukukulibala ; kuba imibingelelo enjalo uyakôliswa kakuhle yiyo u-Tixo.

Kuma-Hebere xiii.

Osukuba enayo impilo yelihlabati, aze ambone umzalwana wake eswele, azivalele imfesane zake kuye, luti-nina ukuhlala utando luka-Tixo ngapakati kwake ?

1 Ka-Yohane Ongcwele iii.

Yenza amalizo ngempahla zako, ungabufihli ubuso bako kolihlwempu, ize nawe ungayikufihlelwa ubuso be-Nkosi.

U-Tobite iv.

Yiba ncisisa ngokwamandla ako. Ukuba unokuninzi, yipá ngokuninzi; ukuba unokuncinane, yipá ngokukúteleyo kokokuncinane: ngokuba ngokwenjenjalo uyaziqwebela umvuzo olungileyo wemini yokuswela.

U-Tobite iv.

Uboleka i-Nkosi obabala isisweli; imbuyekeza ukupáta kwake okuhle.

Imi-Zekeliso xix.

Hayi uyolo lwalowo unyamekela ogulayo nolihlwempu; ngomhla wobubi i-Nkosi iyakumhlangula.

I-Ndumiso xli.

¶ *Koti kusatetwa ezinye kwezi-Zahlukwana, kuhlangu-niswe izivukeliso ezenzelwa amahlwempu, kwa nemi-nye iminikelo yabantu, ngama-Dikoni nama-Gosa e-Kerike nabanye abantu abafanelekileyo, ngesitya esihle esifunelwe lomsebenzi yi-Parish; basizise ngokubekekileyo kum-Priste, oyakusinikela asibeke ngolulamo e-Tafileni engcwele.*

¶ *Ukuba kuzakwenziwa um-Tendeleko, um-Priste uya-kwandula apa abeke e-Tafileni into eyaneleyo ye-Sonka ne-Wayne.*

¶ *Emva koko um-Priste uyakulí,*

Masitandazele lonke ibandla le-Kerike ka-Kristu elisekóyo apa emhlabeni.

TIXO Somandla Ongunapakade, osifundisileyo ngom-Postile wako ongcwele ukuba senzele abantu bonke imitandazo, izitaruziso, nemibulelo;

* Ukuba akubó zivukeliso namini-kele, akayikutetwa lamazwi okuthi, izi-vukeliso zetu naleminikelo. Siyakukúnga ngolulamo ukuba wamikele ngezibele zako [*izivukeliso zetu naleminikelo na] lemitandazo siyínikela kuwe, Somkulu; sikukúnga ukuba uhlale uyigalela i-Kerike eyi-Katolika ngomoya wenyaniso, womanyano, nowovumelano: Baze bonke abavuma i-Gama lako elingcwele bavumelane

ngenyano ye-Lizwi lako, bahlale bebanye ngotando. Kúsela zonke i-Nkosi na-Balauli abangama-Kristu; simtandazela ngokungakumbi u-GEORGE, u-Kumkani wetu; okokuba asipáte ngokulungileyo nangokonwaba: Zuwenze ukuba lonke i-Pakati lake, nabo bonke abanegunya pantsi kwake, balungise ukugweba bengakéti bantu, kuze kohlwaywe aboni nezikohlakali, kusekelwe inkonzo yako yenyano nobulungisa. Banike ufefe, Bawo wasezulwini, bonke o-Bishop naba-Fundisi, baze bati ngentlalo nangokufundisa balibonakalise i-Lizwi lako eliyinyaniso elipileleyo, bazipáte ngokufanelekileyo i-Sakramente zako ezingcwele ngoko kumisiweyo: Nabantu bako bonke ubapé amandla asezulwini; ngokukodwa aba bakóyo apa; ukuze balive i-Lizwi lako elingcwele balamkele, ngentliziyo elulamileyo nangohlonelo olufaneleyo; bakukonze ngobungcwele, bahlale belungisa yonke imihla yabo. Nabate, Nkosi, kobubomi bupélayo bakatazeka, nabasezintsizini, nabasweleyo, nabagulayo, nabahlelwa nabubupina ububi, ubavelele ubasize. Nabemkileyo bekdóliwe behlonele Wena siyababulelela; sincece ukuba sihambe kwa ngalondlela yabo nati, sidle ilifa lasezulwini ndawonye nabo: Kwenze oku, Bawo, ngenxa ka-Yesu Kristu, osilamlelayo, enguye yedwa ositetelelayo. Amen.

¶ *Makati u-Mfundisi nza azelayo ukuba um-Tendeleko uzakubakó aqúbe esisi-Yalo silandelayo, i-Ntshumayelo rseligqityiwe. Esisi-Yalo ke makasenze ngomhla we-Carwa okunye ngomnye um-Hla ongcwele owandulelayo.*

BATANDWA, ng— ndiyakuti, ngoncedo luka-Tixo, ndiyenzele bonke abayilungiselweyo ngentliziyo nangokutandaza i-Sakramente yom-Zimba ne-Gazi lika-Kristu: eyakwamkelwa ngabo ukubakúmbuza ukubetelelwa kwake emnqamlezweni nokuva

kwake ubunzima; esiti ngako sizixolelwe izono, senziwe sibe ngabankeli bobu-Kumkani bezulu. Ngako oko simelwe kubulela ngentliziyo yonke ku-Tixo u-Somandla u-Bawo wasezulwini, ngenxa yokuba esipile u-Nyana wake u-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, angabi ngowasifelayo nje kodwa, abe kukudla nokomelezwa kwemipefumlo yetu kuyo i-Sakramente leyo ingewele. Yona eyinto emnandi kangaka nje kwabo bayamkelayo befanelekile, kanti iyingozi eyoyikekayo kangaka nje kwabo bayamkelayo bengafanelekile; ndimelwe kuniyala ukuba nikumbule lemfihlelo ingewele ukuba nkulu kwayo, kwa nengozi ukuba nkulu kwayo nakuyamkela ningafanelekile; nize nicikide intliziyo zenu nizilinge, ningabi ngabamkohlisa u-Tixo; maniti ukuzilinga nibe nokuza kweso-Sidlo sasezulwini ningewele, nambete ingubo yomtshato emisiweyo ngu-Tixo ezi-Balweni zake ezingewele, namkelwe nifanelekile e-Tafileni yake engewele.

Ngako oko yiti wena kuqala uyilinge intlalo yako ngesilinganiso semiteto ka-Tixo, uti apo ubonayo ukuba wonile, nokuba kungokucinga, nokuba kungokuteta, nokuba kungokwenza, ulilele ukona kwako, uzixelele izono zako ku-Tixo u-Somandla, uqinisile ngentliziyo okokuba uyakuguquka, uhlale ngokulungileyo ngexesha elizayo. Uz' uti wakubona ukuba akumonanga u-Tixo yedwa, wesuka wona nabantu, uye uxolelane nabo, uzimisele ukuba uyakubalungisela ngako konke onako ezintweni zonke obone ngazo, ubabuyisele. Zuti kanjalo uzimisele ukumxolela lowo ukonileyo, njengokuba nawe unga ungazixolelwa iziposo zako ngu-Tixo; ukuba ute wamkela um-Tendeleko ongewele ungamxolelanga, kukona uyakugwetywa ngakumbi. Ke ngoko ukuba kuko owakuni ogxeka u-Tixo, nolitintelayo elinyelisa i-Lizwi lake, nomfexezi, nonolunya, nonomona, nonesinye isono esinzima, guquka ezonweni zako, uti okunye ungezi

apa e-Tafileni engewele; hleze emva kokuyamkela kwako i-Sakramente engewele u-Satana angene kuwe, njengokuba wangena ku-Yudas, akuzalise ngayo yonke inkohlakalo, akutshabalalise umzimba nompefumlo.

Nangenxa yokuba umntu engenakuza em-Tendelekweni ongewele ongatemi kanye ububele buka-Tixo, ontliziyo yake ikatazekile; ukuba kuko owakuni ontliziyo yake ingavumi ukututuzeleka, ofuna olunye uncedo namanye amacebo, makeze kum, ati mhlaumbi aye komnye u-Mfundisi we-Lizwi lika-Tixo onengqondo, amxelele usizi lwake; aze ati ngokusetyenzelwa li-Lizwi lika-Tixo azuze uncedo lokukululwa, ndawonye nokululekwa kompefumlo wake, kuze kuxoliswe intliziyo yake, kuti-cwaka uvalo kuye.

¶ *Woti u-Mfundisi, ukuba uyabona ukuba abakutaleli ukuza em-Tendelekweni ongewele, utete esisi-Yalo silandelayo endaweni yesokuqala.*

BATANDWA, ng — ndiyakuti, ngoncedo luka-Tixo, ndenze um-Tendeleko we-Nkosi: enditi ngenxa ka-Tixo ndinimeme nize kuyo nonke nikoyo apa; ndinibongoza, ngenxa ye-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ukuba ningali ukuza kuwo, nibizwa ngotando olungaka nje nimenywa ngu-Tixo ngokwake. Niyazi ukuba kuyinto embi kunene ukuba umntu obelungisile isidlo esikulu, wayizalisa i-tafile yake ngentlobo zonke zokutya, akwabikho nto iswelekileyo, kupela kukuba abamenyiweyo beze kuhlala pantsi; baza bati ababiziweyo bala ukuza (kungeko sizatu). Ngubanina kuni obengayikuqunjiswa kwakuba kunje? Ngubanina obengayikuti woniwe kakubi? Ize niti, batandwa nikuye u-Kristu, nizilumkele kakulu, hleze niti ngokusala esisidlo singewele, nizivusele ingqumbo ka-Tixo. Umntu angafanelana ati, Audinakuzo,

ngokuba nditintelwe yimisebenzi yasemhlabeni. Ke izilandulelo ezinjalo aziyikuvunyelwa zamkelwe ngu-Tixo. Ukuba kukó oti, Ndingumoni omkulu, ndiyoyika ukuza ke; kunganina ukuba ungaguquki ulungise? Nakubizwa ngu-Tixo, aninantloni na ukuti, anizi? Nxa nifanele ukuguqukela ku-Tixo, niyaku-zilandulela na, niti anikalungi? Kukumbuleni oku ngokwenu, nibone ukuba amaqinga anjalo angendawo ebengayikuninceda nto pambi ko-Tixo. Abaya kutlwa e-Vangelini babizelwe esidlwani bagwetywa, kwatlwaba abasifanele isidlo sasezulwini, bakuzilandulela ngokuti batenge umhlaba, bebezakulinga inkabi zabo, bebezeke abafazi. Mna ngokwam ndiyakubakó; ndiyanimema ngenxa ka-Tixo, ndinibize ndisesikundleni sika-Kristu, ndiniyale, ukuba manibe ngabamkeli balom-Tendeleko ungewele, ukuba nilutanda usindiso lwenu. Njengokuba u-Nyana ka-Tixo waincamela ubomi bake ngokunifela emtini, yimfanelo yenu ukwamkela lom-Tendeleko ngokulikumbula elodini lokufa kwake, njengoko ebesiyalele ngokwake: ukuba niyakwala ukwenza oku, kukumbuleni ukumona kwenu u-Tixo, nesohlwayo esipezu kwentloko zenu ngenxa yoku; nakuyishiya i-Tafle ye-Nkosi ngabom, nizahlule kubo abazalwana benu abeze kudla kwesosidlo sikulu sokutya kwasezulwini. Ukuba niyazicinga kunene ezizinto, niyakuqondiswa nibuyiswe ngofefe luka-Tixo; tina ke asiyikuyeka ukunitandazela ku-Tixo u-Somandla u-Bawo wasezulwini.

¶ *Ngexesha lokwenziwa kom-Tendeleko, abamkeli baro besebelungiselwe ukuwamkela, um-Priste uyakuteta esisi-Yalo, esiti,*

BATANDWA e-Nkosini, nina nifuna ukuza em-Tendelekweni ongewele wom-Zimba ne-Gazi lo-Msindisi wetu u-Kristu, nifanela ukusigqala kunene

isiyalo sika-Paulos sokokuba abantu mabazicikide bazilinge, ukuze basidle eso-Sonka, basele kuyo lo-Ndebe. Ngokuba likulu itamsanqa, sakuyamkela le-Sakramente ingwele ngentliziyo egqobokileyo nangokólo olupilileyo; (ngokuba siwudla um-Zimba ka-Kristu ngokomoya, silisele ne-Gazi lake; sihlale kuye u-Kristu, ati u-Kristu ahlale kuti; sibe banye no-Kristu, no-Kristu abe mnye nati;) ikwankulu ingozi, xa siyamkela ngokungafaneleyo. Ngokuba xa senjenjalo sinetyala lom-Zimba ne-Gazi lika-Kristu u-Msindisi wetu; sidla ukugwetywa kwetu, singawugqali um-Zimba we-Nkosi; sizivusela ingqumbo ka-Tixo; simqumbisa aze asibete ngezifo ezininzi nangentlobo ezininzi zokufa. Zigwebeni ngoko, bazalwana, nize ningagwetywa yi-Nkosi; niguquke ngokwenyaniso ezonweni zenu ezigqitileyo; nibe nokukóla ngokuqinisekileyo kuye u-Kristu u-Mkúluli wetu; kulungiseni ukuhlala kwenu, nitandane nabantu bonke; naniyakuba ngabamkeli abafanelekileyo bezimfihlelo zingwele. Napezu kwento zonke nifanele ukumbulela u-Tixo ngentliziyo elulamileyo, u-Yise, u-Nyana, u-Moya Oyingwele, ngenxa yokukúlulwa kwelizwe ngokufa nangokuva ubunzima ko-Msindisi wetu u-Kristu, ongu-Tixo ekwangumntu; owazitobayo kwada kwasekufeni emnqamlezweni, ngenxa yetu, tina boni balusizi, ebesilele ebunmyameni nasetunzini lokufa; aze asenze sibe ngabantwana baka-Tixo, sibe zindla-mafa zobomi obungunapakade. Kananjalo ukuze sihlale silukumbula utando olukulu kangaka lwe-Nkosi yetu, okupela ko-Msindisi wetu, u-Yesu Kristu, owasifelayo, namatamsanqa angenakubalwa awasizuzisa wona ngokupalala kwe-Gazi lake; usimisele imfihlelo ezingwele, zibe zezokunyanisekisa utando lwake, zihlale zisisikumbuzo sokufa kwake, size sibe nenyweba enkulu engunapakade. Ke kuye ngoko, kunye no-Yise no-Moya Oyingwele,

(njengoko kusifaneleyo), masibulele singayeki; silulamela intando yake engewele, sizama ukumkonza ngobungewele nangobulungisa yonke imihla yobomi betu. *Amen.*

¶ *Aze um-Priste abékise kwabo baza kuwamkela um-Tendeleko atí,*

NINA niguqukayo ezonweni zenu ngokwenyaniso, nihleli nitandana nabamelwane benu, enizakulinga ukuhlala ngesimilo esitsha, niyibamba imiteto ka Tixo, nihamba ngendlela zake ezingewele: Sondelani ngokólo, namkele le-Sakramente ingewele inomeleze; nenze ingxelo yezono zenu ku-Tixo u-Somandla, niguqile ngamadolo.

¶ *Kwandule kwenziwe le-Ngxelo egameni labo bonke abazimisele ukwamkela um-Tendeleko, ngomnye wa-Bafundisi; yena nabantu bonke bequqile ngamadolo, besiti,*

TIXO Somandla, Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, Mdali wento zonke, Mgwebi wabo bonke abantu; Siyazivuma sizililela izono zetu ezininzi nenkohlakalo yetu, Esizenzileyo amaxesha ngamaxesha, Ngokucinga, ngokuteta, nangokwenza, Sicásene nobukulu bako, Sikuqumbisa Wena ofanele ukuqumba. Siyaguquka ngokwenene, Intliziyo zetu ziluzizi ngenxa yezigqito zetu; Kubuhlungu nokuzikumbula; Ziyasisinda, asinakuzitwala. Tafu Nkosi! Tafu Nkosi! Bawo otafu lingenakulinganiswa; Ngenxa yo-Nyana wako i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, Sixolele konke okudlulileyo; Wenze okokuba sihlale sikukonza sikukólisa ngentlalo entsha, Kuze kudunyiswe i-Gama lako; Ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste (nokuba ngu-Bishop nxa akoyo) eme, abéke ebantwini, asitete esisi-Kúlulo, atí,*

U-TIXO u-Somandla, u-Bawo wetu wasezulwini, ote ngetaflu lake elikulu wabatembisa ukuxolelwa kwezono bonke abanenguquko yentliziyo nokólo olunyanisekileyo; Makabe netaflu kuni; anixolele anikúlule kuzo zonke izono zenu; aniqinise anomeleze kuko konke okulungileyo; ade aningenise ebomini obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Aze atí um-Priste,*

Yivani amazwi amnandi awatetayo u-Msindisi wetu u-Kristu kubo bonke abaguqukela kuye ngokwenyaniso.

YIZANI kum nonke nina nibulalekayo nisindwayo ngumtwalo, ndoninika ukupumla.

U-Mateyu Ongewele xi. 28.

Wenjenje u-Tixo ukulitanda kwake ihlabati ude wanikela u-Nyana wake okupela kwamzeleyo, ukuze bonke abakólwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunapakade.

U-Yohane Ongewele iii. 16.

Yivani noko akutetayo u-Paulos Ongewele.

Litembekile ilizwi eli, lifanelwe kukwamkelwa konke, eli lokuba u-Kristu Yesu weza ehlabatini ukuba asindise aboni.

1 Ku-Timote i. 15.

Yivani noko akutetayo u-Yohane Ongewele.

Ukuba kukó ote wona, sino-Mteteleli kuye u-Yise, u-Yesu Kristu ke ilungisa; yena ulucamagushelo lwezono zetu.

1 Ka-Yohane Ongewele ii. 1.

¶ *Ahambise um-Priste ati,*

Pakamisani intliziyo zenu.

Abantu. Siyazipakamisela e-Nkosini.

Um-Priste. Masibulele e-Nkosini ku-Tixo wetu.

Abantu. Kufanelekile kulungile ukwenjenjalo.

¶ *Woza um-Priste abéke e-Tafileni ye-Nkosi, ati,*

KUFANELEKILE kunene, kulungile, yaye ingumsebenzi wetu esimelwe kukuwenza, ukuba siti ngamaxesha onke, nakuzo zonke indawo, sibulele kuwe, Nkosi, * Bawo ongwele, Somandla, Tixo ongunapakade.

* *Lamazwi ati*
Bawo ongwele
akayikutelwa nge-
Cawa yo-Mtrinitii.

¶ *Koti kulendawo, ukuba ngumhla onesi-Bongo sawo esimisiweyo, kulandele sona; okunye kohanjiswa kutiwe,*

NGAKO oko kunye ne-Ngelosi ne-Zinkulu kuzo, nomkosi wonke wasezulwini, siyalibonga silidumise i-Gama lako elingwele; sihlala sikubonga sisiti, Uyingwele, uyingwele, uyingwele, Nkosi Tixo wemikosi, izulu lizele kwa nomhlaba bubuqaqauli bako: Makudunyiswe wena, Nkosi epezu konke. Amen.

IZIBONGO ZEMIHLA EBALULEKILEYO.

Ngo-Mhla we-Kristmas, nangemihla esixénxe elandelayo.

KUBA wamnikayo u-Yesu Kristu okupéla ko-Nyana wako ukuba azalelwe tina kwanjengelixesha; owati, ngo-Moya Oyingwele, wenziwa waba ngumntu ngenyaniso wemmo ye-Ntombi u-Mariya unina; aze ati yena engenasono asihlambulule zonke izono. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, &c.

Ngo-Mhla we-Pasika, nangemihla esixénxe elandelayo.

KOKO sifanele ukukubonga ngakumbi ngenxa yokuvuka okudumileyo ko-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: kuba yena uyi-Mvana yenyanyiso ye-Pasika, eyanikelwa ngenxa yetu, yazisusa izono zelizwe; ote ngako ukufa kwake wakutshabalalisa ukufa, wati ngokuvuka kwake wasibuyisela ebomini bapakade. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, &c.

Ngo-Mhla woku-Nyukela kwe-Nkosi, nangemihla esixénxe elandelayo.

NGENXA yo-Nyana wako otandileyo u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: owati emva kokuvuka kwake okudumileyo wabonakala kuba-Postile bonke, wati bekangele wenyukela ezulwini ukuya kusilungisela indawo; ukuze apo akona yena, sinyukele kona nati, silaule naye enywebeni. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, &c.

Ngo-Mhla we-Pentekost, nangemihla emitandatu elandelayo.

NGENXA ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu; ekwati ngokwesitembiso sake esiyinyaniso, kwehla kwanjengelixesha u-Moya Oyingwele evela ezulwini ngesiqupe ngesandi esikulu, esingati sesomoya onamandla, unjengelwimi zomlilo, ezafika zahlala pezu kwaba-Postile, wabafundisa, wabakokelela enyanisweni yonke; ebapá ukuteta nganteto zimbi, noku-kálipela i-Vangeli bayishumayele kuzo zonke intlanga bengadinwa; esati ngayo sabuyiswa ebumnyameni nasekulahlekeni, seziswa ekukányeni nasekwazini wena, no-Nyana wako lowo u-Yesu Kristu. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, &c.

Nge-Cawa yo-Mtrinitu kupéla.

WENA Tixo omnye, Nkosi inye; unge-Mmilo nye kupéla, kodwa o-Mmilo zintatu kwi-Mmo nye; kuba oko sikólwa kuko ngobuqaqauli buka-Yise, sikólwa kuko ngobo-Nyana, sikólwa kuko ngobo-Moya Oyingwele, kungekó mahluko, kungekó kuqgitagqitana. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, &c.

¶ *Kuti emva kwezizi-Bongo ngazinye kuculwe okunye kutelwe kulilwe.*

NGAKO oko kunye ne-Ngelosi ne-Zinkulu kuzo, nomkosi wonke wasezulwini, siyalibonga silidumise i-Gama lako elingwele; sihlala sikubonga sisitl, Uyingwele, uyingwele, uyingwele, Nkosi Tixo wemikosi, izulu lizele kwa nomhlaba bubuqaqauli bako: Makudunyiswe wena, Nkosi epezu konke. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste, eguqile e-Tafileni ye-Nkosi, atete lomtandazo ulandelayo egameni labo bonke abaza kuwamkela um-Tendeleko.*

TARU Nkosi! Asizi kule-Tafile yako ngokuzingca, sitemba obetu ubulungisa, kodwa siza sitemba inceba zako ezinkulu. Asifanelekile kucóla nemvutuluka epantsi kwe-Tafile yako. Kodwa usekwayilo-Nkosi, kunawe ukuba netaru; Sipé ngoko, Nkosi Sobubele, ukuba siti sisidla inyama yo-Nyana wako oyintanda, u-Yesu Kristu, silisela negazi lake, kublanjululwe lemizimba yetu enezono ngomzimba wake, iti nemipefumlo yetu ihlanjululwe ngegazi lake elinqabileyo, sihlale sihleli kuye, naye ahlale kuti, ngonapakade. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste, emi ngase-Tafileni, alungise i-Sonka ne-Wayine, aze abe nokusiqékeza i-Sonka kakuhle*

pambi kwabantu, nokuyitabata i-Ndebe ezandleni zake, andule enze um-Tandazo woku Ngewalisa njengoko kulandelayo.

TIXO Somandla, Bawo wasezulwini, owati ngetaru lako elikulu wammikela u-Nyana wako emnye u-Yesu Kristu ukuba eve ukufa emnqamlezweni ngenxa yokusindiswa kwetu; owati ezinikele kóna kwa kanye wenza idini elizalisekileyo, nomnikelo ofezekileyo, nentlaulelo eyaneleyo, ngenxa yezono zabantu bonke; wati e-Vangelini yake wasimisela isikumbuzo sokufa kwake esiyakuhlala sisenziwa, ade abuye eze; Sipulapule, siyakukúnga silulamile, Bawo Onetafu; usipé ukuba siti sizamkela nje ezizidalwa zako, isonka ne-wayine, njengoko kwamiswayo ngu-Nyana wako u-Yesu Kristu u-Msindisi wetu, sikukumbula ukufa nokubandezelwa kwake, sibe nokwamkela um-Zimba wake ne-Gazi lake: owati, kwa ngobobusuku wanikelwa ngabo, ^a watabata i-Sonka; wati, akuba ebulele, ^b wasiqékeza, wasinikela kubafundi bake, esiti, Tabatani, nidle, ^c ngum-Zimba wam lo onikelwa nina: Kwenzeni oku kube sisikumbuzo ngam. Kwati kwa ngokunjalo emva kwe-sidlo sangokubulwa ^d watabata i-Ndebe; wati, akuba ebulele, wayinikela kubo, esiti, Selani nonke kuyo; ngokuba ^e li-Gazi lam eli lom-Nqopiso omtsha, elipalalela nina nabani nzi ukuze kuxolelwe izono: Ngamaxsha onke enisukuba niyisela, kwenzeni oku kube sisikumbuzo ngam. *Amen.*

^a Woti apa um-Priste asitabete isi-Tya ezandleni zake:

^b Ati opa aqékeze i-Sonka:

^c Ati apa asibeké isandla pezu kwazo sonke i-Sonka.

^d Woti apa ayitabete i-Ndebe ezandleni zake:

^e Ati apa asibeké isandla pezu kwazo zonke izitya ezine-wayine ezakungewalisa.

¶ *Andule amkele u-Mfundisi ngokwake um-Tendeleko ngenilobo zombini, ati emva koko abamkelise o-Bishop, naba-Priste, nama-Dikoni, (nxa bakóyo),*
XOSA PR.

andule abanike abantu ngabanye, ezandleni zabo, beguqile ngentobeko. Woti akunikela i-Sonka emntwini atete lamazwi, ati,

UMZIMBA we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu owanike-
lwa wena, mawugcine umzimba nompefumlo wako ngonapakade. Tabata udle oku, kube siskumbuzo sokuti u-Kristu wafela wena, udle yena entliziyweni yako ngokölo nangombulelo.

¶ *Ati u-Mfundisi akunikela i-Ndebe emntwini atete lamazwi, ati,*

IGAZI le-Nkosi yetu u-Yesu Kristu elapalalela wena, maligcine umzimba nompefumlo wako ngonapakade. Sela oku, kube siskumbuzo sokuti i-Gazi lika-Kristu lapalalela wena, ubulele.

¶ *Ukuba zite zapela i-Sonka ne-Wayine ezingwalisiweyo bengekamkeli bonke, um-Priste uyakongeza angwalise ngokunye ngokwamazwi amisiweyo; aqale ngokuti (U-Msindisi wetu u-Kristu wati, kwa ngobobusuku, &c.) ukuze angwalise i-Sonka; nokuti (Kwati kwa ngokunjalo emva kwesidlo sango-kuhlwa, &c.) ukuze angwalise i-Wayine.*

¶ *Ati u-Mfundisi, nxa seabamkele bonke, abuyele e-Tafileni ye-Nkosi, ati ngohlono abeke pezu kwayo oko kuseleyo kwezonto zingwalisiweyo, akugqubutele nge-linen emhlope entle.*

¶ *Ati um-Priste enze um-Tandazo we-Nkosi, abantu betelela kwizicelo ngazinye.*

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa

ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngehlahla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni: Ngokuba ubukumkani bobako, Namandla, nodumo, Ngonapakade. Amen.

¶ *Kuhanjiswe kutiwe,*

NKOSI Bawo wasezulwini, tina bantu bako abazitobileyo siyakutandaza ngokupéleleyo ukuba mauti ngobubele bobuzali bako ulamkele elidini letu lendumiso nombulelo; sikukunga ngolulamo okokuba usipé ukuba tina ne-Kerike yako yonke sizuze uxolelo lwezono zetu, nawo onke amanye amalungelo entlungu zake, ngemfaneleko nokufa ko-Nyana wako u-Yesu Kristu, nangokölo e-Gazini lake. Nakaloku, Nkosi, sizinikela kuwe, imizimba nemipefumlo yetu, ukuba sibe lidini eliqondakalayo, elingcwele, elipilileyo; sikukunga ngolulamo ukuba siti sonke tina madlelane ngalom-Tendeleko ongcewele sizaliswe lufefe nentsikelelo yako yasezulwini. Nangona singafanele, ngenxa yezono zetu ezininzi, ukukwenzela idini, kodwa sikukunga ukuba uyamkele lenkonzo yetu, esimelwe kukuyenza; ungalinganiseli ukufaneleka kwetu, kodwa usixolela iziposo zetu, ngenxa ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu; esiti ngaye sidumise wena Bawo, uno-Nyana wako lowo, nibanye no-Moya Oyingcwele, ngonapakade. Amen.

¶ *Okunye kutiwe,*

TIXO Somandla Ongunapakade, siyakubulela ngentliziyoyonke kuba uvumile ukusipá tina esite sazamkela ezimfihlakalo zingcwele ukuba sidle ukudla kompefumlo okungum-Zimba ne-Gazi elinqabileyo lo-Nyana wako u-Yesu Kristu u-Msindisi wetu; usiqinisele ngazo ufefe nokulunga kwako;

sibulela nokuba singamalungu kanye amiliselweyo emzimbeni wo-Nyana wako, olibandla elingwele lawo onke amakólwa; sikwazindla-mafa ngetemba zobomi bapakade, ngenxa yemfaneleko zokufa nokuva intlungu ko-Nyana wako otandiweyo. Siyakukúnga ngentobeko, Bawo wasezulwini, ukuba usinceda nje ngofefe lwako, size sihlale kobobudlelane bungwele, senze yonke imisebenzi elungileyo osimisele ukuba siyenze, siyihambe nendlela oti masihambe ngayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, onokudunyiswa nawe, no-Moya Oyingwele, ngonapakade. *Amen.*

¶ *Kwandule kutetwe okunye kuculwe,*

UDUMO ku-Tixo Opezulu, uxolo emhlabeni, inkolelo ebantwini. Siyakubonga, sikuncoma, sikunqula, sikudumisa, sikubulela ngenxa yobukulu bodumo lwako, Nkosi Tixo, Kumkani wasezulwini, Tixo Bawo Somandla.

Wena Nkosi, Nyana okupéla kozelweyo, Yesu Kristu; Nkosi Tixo, Mvana ka-Tixo, Nyana ka-Yise, wena osusa izono zelizwe, Taflu. Wena osusa izono zelizwe, Taflu. Wena osusa izono zelizwe, wamkele umtandazo wetu. Wena ohleli ngasekunene kuka-Tixo u-Yise, Taflu.

Ngokuba nguwe wedwa ongcwele; nguwe wedwa oyi-Nkosi; nguwe wedwa, Kristu, no-Moya Oyingwele, ongopezu konke ebuqaqaulini buka-Tixo u-Yise. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste (u-Bishop ukuba ukó) abandulule ngale-Ntsikelelo.*

UXOLO luka-Tixo, olugqita kuko konke ukuqonda, malugcine intliziyo nengqondo zenu nimazi nintande u-Tixo, no-Nyana wake u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: ati u-Tixo u-Somandla, u-Yise, u-Nyana,

u-Moya Oyingwele, anisikelele ahlale kuni ngonapakade. *Amen.*

¶ *Imitandazwana engatetwayo emva ko-Nikelo nxa kungekó Mtendeleko; inokutetwa nasemva kwemi-Tandazwana kum-Tandazo wa-Kusasa nowango-Kuhlwa, kum-Tendeleko, ne-Litani, ngokubona ko-Mfundisi.*

SINCEDE, Nkosi, kwezizikúngo zetu, uzibékise izicaka zako endleleni esinga ebomini bapakade; size siti kuzo zonke izinto ezinokusihlela kobubomi bupélayo sihlale silondolozwa ngoncedo lwako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

NKOSI Somandla, Tixo Ongunapakade, siyakukúnga ukuba mauzilungise, uzingwalise, uzipáte intliziyo zetu nemizimba yetu sihambe ngendlela ye-Lizwi lako, siyenze imiteto yako; size siti ngokusingcina kwako okunamandla silondolozwe umzimba nompefumlo kaloku nangonapakade, ngaye Oyi-Nkosi no-Msindisi wetu u-Yesu Kristu. *Amen.*

YENZA, siyakukúnga, Tixo Somandla, ukuba lamazwi siwavileyo ngendlebe amiliselwe nguwe ezintliziweni zetu, size sivelise iziqámo zentlalo elungileyo, kuze kuzukiswe kubongwe i-Gama lako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

SIKOKELE, Nkosi, kuyo yonke imisebenzi yetu ngofefe lwako olukulu, usihambise ngoncedo lwako olungapéliyo; ize yona iqalwe, ihanjise, ifeziselwe kuwe, sidumise ngayo i-Gama lako elingwele, side siti ekugqibeleni ngetaflu lako sizuze ubomi bapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO Somandla, Mtombo wabo bonke ubulumko, ozaziyo zonke intswelo zetu singekaceli, noku-ngazi kwetu ukucela; Siyakukúnga ukuba ube nosizi

ngenxa yobutataka betu, usipé ezonto esoyika ukuzicela ngokungazifaneli kwetu, nezo singenakuzicela ngobumfama betu, ngenxa yemfaneleko yo-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO Somandla, otembisileyo ukuba uyakuziva izicelo zabo bacelayo nge-Gama lo-Nyana wako; Sipulapule, siyakukúnga, tina sizenzileyo pambi kwako izicelo zetu; usipé ukuba sizizuze ezonto sizicelileyo ngokólo nangokwentando yako, kuze kusizwe tina, kudunyiswe wena; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Nge-Cawa nangeminye imihla engcwele (ukuba akukó Mtendeleko) siyakwenziwa isi-Miselo som-Tendeleko, kuyekwe ekupeleni kom-Tandazo wokulitandazela lonke ibandla le-Kerike ka-Kristu esekóyo apa emhlabeni, kugqityelwe ngomnye walemi-Tandazwana nangelizwi loku-Sikelela.*

¶ *Ukuba um-Priste uyabona ukuba alikó inani elaneleyo lokwamkela kunye naye, akayikuwenza um-Tendeleko.*

¶ *Ukuba inani labantu bom-Tendeleko kwi-Parish lingapantsi kwamashumi amabini, akuyikwenziwa Mtendeleko ukuba abo bazakwamkela kunye nom-Priste ababatatu nokuba ababane ubuncinane babo.*

¶ *Apo kukó iqela laba-Priste nama-Dikoni bayakwamkela bonke um-Tendeleko kunye nom-Priste i-Cawa nge-Cawa, ukuba abanasizatu sibatintelayo.*

¶ *Ukuze kungabikó nkani nancinga zimbi malunga ne-Sonka ne-Wayine, kwanele ukuba i-Sonka sibe sesidliwa ngabantu; siti kodwa sibe sesengólowa eyona intle icolekileyo, engaxutywanga nanto.*

¶ *Ukuba kukó okuseleyo kwi-Sonka ne-Wayine okungangewaliswanga kulungele u-Mfundisi kube kokwake. Ukuba kukó okuseleyo kobekungwaliswe akuyiku-*

punywa nako e-Kerikeni, kuyakudliwa ngum-Priste nabanye kubamkeli ababizwa nguye, beguqite, kwakupela ilizwi loku-Sikelela.

¶ *I-Sonka ne-Wayine zom-Tendeleko ziyakufunwa ngu-Mfundisi nama-Gosa e-Kerike ngemali emelwe kuólowa ngabantu.*

¶ *Bonke abantu mabawamkele um-Tendeleko katatu ngonyaka ubuncinane, ngokungakumbi bamkele nge-Mini ye-Pasika. Mabati ke abantu bonke imiyaka ngeminyaka ngeloxesha bamóolele u-Mfundisi iminikelo yabo efanele ukuólowa nge-Pasika.*

¶ *Yakugqitywa i-Nkonzo engcwele imali yo-Nikelo iyakucótelwa imisebenzi etile efanelekileyo, ngokubona ko-Mfundisi nama-Gosa. Ukuba abavumelani, woqweba u-Bishop.*

INKONZO
YOKUBAPTIZWA KWENTSANA
E-KERIKENI.

¶ *Abantu mabaxelelwe ukuba abantwana bafanele uku-baptizwa ngemihla ye-Cawa nangeminye imihla engewele, nxa kuhlenganisene abantu abaninzi; ukuze inllanganiso leyo ibe nokukungina ukwamkelwa kwababaptizwayo enanini labase-Kerikeni ka-Kristu, nokuze ngokubaptiza oko bonke abakôyo bakunjuzwe isifungo ebesenziwe ku-Tixo ekubaptizweni kwabo. Ngesisizatu u-Baptizo lufanele ukwenziwa ngenteto eyaziwayo ngabantu. Kodwa ke (ukuba kukô isizatu) abantwana bangabaptizwa nangeminye imihla.*

¶ *Umntwana oyinkwenkwe makabe naba-Meli abatatu, amadoda abe mabini, inkazana ibe nye; kumntwana oyintombi, amankazana abe mabini, indoda ibe nye.*

¶ *Nxa kuzakubaptizwa abantwana, abazali bayakumazisa u-Mfundisi ngosuku olungapambili, okunye ungekenziwa um-Tandazo wa-Kusasa. Bati aba-Meli nabantu abapete abantwana baye ngase-Fontini ekupelani kwesi-Fundo sesibini kum-Tandazo wa-Kusasa mhlumbi wango-Kuhlwa njengoko ayakubona u-Mfundisi. Ati um-Priste esiza ngase-Fontini (emayizaliswe ngoko ngamanzi amahle) emi kôna, abuze ati,*

LOMNTWANA wakâ wabaptizwa na ?

¶ *Ukuba kutiwa, Hayi: um-Priste uyakuhambisa ati,*

BATANDWA, ngenxa yokuba bonke abantu baza-lelwa esonweni; nangenxa yokuba u-Msindisi wetu u-Kristu uti, Akukô unokungena ebukumkanini buka-Tixo ukuba akazalwanga kutsha ngamanzi no-Moya Oyingewele; ndiyanicela ukuba nitandaze ku-Tixo u-Yise, ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ukuba ati ngetafu lake elikulu ampé lomntwana [abapé ababantwana] oko ebengayi [bebengayi] kuba nako ngemvelo; okokuba abaptizwe [babaptizwe] ngamanzi no-Moya Oyingewele, amkelelwe [bamkelelwe] e-Kerikeni ka-Kristu engewele, enziwe abe lilungu elipilileyo layo [benziwe babe ngamalungu apilileyo ayo].

¶ *Ati um-Priste,*

Masitandaze.

TIXO Somandla Ongunapakade, owati ngobubele bako obukulu wamsindisa u-Nowa nosapo lwake enqanaweni ukuze bangabubi ngamanzi; wabaweza abantu bako ama-Sirayeli e-Lwandle olu-Bomvu, uze-kelisa u-Baptizo lwako olungewele, owati ngokubaptizwa ko-Nyana wako u-Yesu Kristu emlanjeni, e-Yordan, wawangwalisa amanzi aba ngumqondiso wokuhlajululwa kwezono; Siyakukunga ukuba umkangele [ubakangele] ngofefe lomntwana [abantwana]; mhlambe umngwalise [bahlambe ubangwalise] ngo-Moya Oyingewele; aze ati esindile [baze bati besindile] kuyo ingqumbo yako, amkelelwe [bamkelelwe] enqanaweni ye-Kerike ka-Kristu; ati eqinile [bati beqinile] elukôlweni, evuya [bevuya] ngetemba, esekelwe [besekelwe] elutandweni, adlule [badlule]

pezu kwamaza alomhlaba ukatazayo, ade afikelele [bade bafikelele] ezweni lobomi obungapéliyo, apáte [bapáte] ubukosi ndawonye nawe ngonapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO Somandla Ongunapakade, Mncedi wabo bonke abaxakekileyo, Mhlanguli wabo bonke abasabela kuwe, Bomi bamakólwa, no-Vuko lwabafileyo; Sitandazela lomntwana [ababantwana] ukuba ati esiza [bati besiza] elu-Báptizweni lwako olungewe, akuzuze [bakuzuze] ukuxolelwa kwezono ngokuzalwa ngokomoya. Mamkele [Bamkele], Nkosi, njengoko watsheyo u-Nyana wako oyintanda ukutí, Celani, noplwa; funani, nofumana; nqonqozani, novulelwa; Sipé ke tina sicelayo; masifumane tina sifunayo; sivulele isango tina sinqonqozayo; aze ati lomntwana ayive [baze bati ababantwana bayive] intsikelelo engunapakade ngokuhlanjululwa kwasezulwini, afikelele [bafikelele] ebukumkanini bako obungunapakade owabutembisayo ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Bati abantu beme, atete um-Priste ati,*

Wapulapuleni amazwi abáliweyo ngu-Marko Ongcwele e-Vangelini yake, kwisahluko seshumi, kwisahlukwana seshumi elinesitatu.

BAYE bezisa abantwana ku-Kristu ukuze abacú-kumise; basuke abafundi babakalimela abo bazisayo. Kekaloku ekubonile *oku* u-Yesu, wacapuka, watí kubo, Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli; ngokuba ubukumkani buka-Tixo bobabo banjalo. Inene ndítí kuni, Ote akabamkela ubukumkani buka-Tixo njengomntwana akasayikungena

kubo. Waza wabawola, wazibeka izandla pezu kwabo, waman' ebasikelela.

¶ *Ati u-Mfundisi yakufundwa le-Vangeli abayale abantu, ati,*

BATANDWA, niyaweve kule-Vangeli amazwi o-Msindisi wetu u-Kristu, okokuba waxela ukuba abantwana mabaziswe kuye, nokubatetisa kwake abo babebatintela, noku bayala kwake abantu bonke ukuba bafuze bona ngobumsulwa. Niyabubona nobubele bake ngakubo obabonakaliswa zizenzo zake, kuba wabawola, wababeka izandla zake, wabasikelela. Zeningatandabuzi, kólwani kanye ukuba uyakumamkela [uyakubamkela] kwa ngokunjalo lomntwana ukóyo [ababantwana bakóyo]; amwole [abawole] ngengalo zobubele bake; amnike [abanike] intsikelelo yobomi obungunapakade; amamkelise [abamkelise] ubukumkani bake obungapéliyo. Simtembile nje ke u-Bawo wasezulwini ukuba wompáta [wobapáta] ngobubele lomntwana [ababantwana] ngokutsho ko-Nyana wake u-Yesu Kristu; masingatandabuzi, sazi kanye ukuba lomsebenzi siwenzayo wokuzisa lomntwana [ababantwana] elu-Báptizweni lwake olungewele uyatandeka kuye. Ngako oko masimbulele ngenyaniso nangolulamo, sití,

TIXO Somandla Ongunapakade, Bawo wasezulwini, sikubulela ngolulamo ngenxa yokuba usibizele ekulwazini ufele lwako, nasekukólweni kuwe; Ngamana wakwandisa kuti okukwazi, uhlale uluqinisele kuti olukólo. Mpé lomntwana [Bapé ababantwana] u-Moya wako Oyingcwele, aze azalwe [baze bazalwe] ngokutsha, aludle [baludle] ilifa usindiso olungunapakade; ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ohleli elaula ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, kaloku nangunapakade. *Amen.*

¶ *Um-Priste abékise kuba-Meli, atí,*

BATANDWA, nimzise [nibazise] apa ke lomntwana [ababantwana] ukuba abáptizwe [babáptizwe], niyitandazile i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu ukuba mayimamkele imkúlule [mayibamkele ibakúlule] kuzo izono zake [zabo], imngwalise [ibangwalise] ngo-Moya Oyingwele, impé [ibapé] ubukumkani bezulu nobomi obungunapakade. Nivile ukuba i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu itembisile e-Vangelni yayo ukuba iyakuzinika zonke ezonto nizicelileyo: idinga elo iyakuqinisa ukulenza ngecala layo. Ngako oko u-Kristu etembisile nje, lomntwana ufanele [ababantwana bafanele] ukuti ngecala lake [labo], ade abe [bade babe] nokwenza ngokwake [ngokwabo], atembise [batembise] ngani bameli bake [babo], ukuba uyakumlahla [bayakumlahla] u-Satana nayo yonke imisebenzi yake, akólwe [bakólwe] ngokuqinisekileyo li-Lizwi elingwele lika-Tixo, ayigcine [bayigcine] imiteto yake, ayilulamele [bayilulamele].

Ndiyabuza ke,

UMTETELA nje lomntwana, uyamlahla na u-Satana nayo yonke imisebenzi yake, inkazimlo namamenemene angendawo omhlaba, nazo zonke inkanuko zawo ezikohlakeleyo, nenkanuko zenyama ezingendawo, ngokokude ungazilandeli ungabi ngokokelwa zizo ?

Aba-Meli. Zonke ezonto ndiyazilahla.

U-Mfundisi.

UYAKOLWA na ku-Tixo u-Yise u-Somandla, u-Mdali wezulu nomhlaba ?

Naku-Yesu Kristu okupéla ko-Nyana wake i-Nkosi yetu ? Nokuba wakúlwa ngo-Moya Oyingwele;

Wazalwa yi-Ntombi u-Mariya; nokuba weva ubunzima ngo-Pontiyus Pilato, wabetelelwa emnqamlezweni, wafa, wancwátywa; nokuba wehlela kwelabafileyo; wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu; nokuba wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunenene kuka-Tixo u-Yise u-Somandla, nokokuba uyakubuya evela kóna agwebe abahleliyo nabafileyo ?

Uyakólwa na ku-Moya Oyingwele; nayi-Kerike engewele eyi-Katolika; nabubudlelane babangwele; nakukuxolelwa kwezono; nakukuvuka komzimba ekufeni; nabubomi bapakade emva kokufa ?

Aba-Meli. Konke oku ndiqinisile ukukólwa kuko.

U-Mfundisi.

UFUNA ukubáptizelwa kolukòlo na ?

Aba-Meli. Ndifuna njalo.

U-Mfundisi.

UYAKUYIBAMBA uyilulamele intando ka-Tixo engewele nemiteto yake, uhambe ngayo yonke imihla usadla ubomi na ?

Aba-Meli. Ndiyakuyibamba.

¶ *Atí um-Priste,*

TIXO Otafu likulu, yenza ukuba ubuntu obudala kulomntwana [kubo ababantwana] buncwátywe, ukuze kudalwe ubuntu obutsha kuye [kubo]. *Amen.*

Yenza ukuba zonke inkanuko zenyama zife kuye [kubo], kuti konke oko-Moya kupile kukúle kuye [kubo]. *Amen.*

Yenza ukuba abe [babe] namandla okoyisa nokudéla u-Satana, nomhlaba, nenyama. *Amen.*

Yenza ukuba bonke abanikelwa kuwe apa bu-bufundisi nobukonzi betu bambeswe ngamandla

asezulwini, bawamkele umvuzo ongunapakade, ngalo itaru lako, Nkosi Tixo odumisekayo, ohleliyo, upete into zonke, ngonapakade. *Amen.*

TIXO Somandla, Ongunapakade, o-Nyana wako oyintanda u-Yesu Kristu wakupa ecaleni lake elixabiso likulu amanzi negazi, ukuze kuxolelwe izono zetu; waza wanika umyalelo kubafundi bake wokuti mabaye bazifundise zonke intlanga, bazibaptizele e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingwele; Zipulapule, siyakutandaza, izikungo zalentlanganiso yako; wangwalise lamanzi abe ngumqondiso wemfihlakalo yokuhlanjululwa kwezono; wenze ukuba lomntwana uza [ababantwana baza] kubaptizwa kuwo alufumane [balufumane] ufefe lwako ngokupéleleyo, ahlal'ehleli engowenani [bahlale behleli bengabenani] labantwana bako abanyuliweyo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste amtabatele umntwana ezandleni zake, ati kuba-Meli,*

Mtiyeni igama lomntwana.

¶ *Ati, elibiza igama emva kwabo (bakumxelela ukuba umntwana angayinyamezela lonto) amntywilisele kakuhle emanzini, ati,*

N. Ndikubaptizela e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingwele. *Amen.*

¶ *Kodwa ukuba bayamxelela ukuba umntwana akomelele, kunganela ukumgalela ngamanzi, kul'we,*

N. Ndikubaptizela e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingwele. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste.*

SIYAMAMKELA lomntwana entlanganisweni yomhlambi ka-Kristu, *simbale ngopawu lomnqamlezo, luqondisa ukuba namhla akayikuba nazintloni zokuluvuma uk'olo luka-Kristu owabetelelwayo emnqamlezweni, ati pantsi kobukosi bake alwe nesono, nomhlaba, no-Satana ngokukalipileyo: ahlale engumntu ka-Kristu onyanisekileyo bude bupéle ubomi bake. *Amen.*

* *Wotiapa um-Priste abale umnqamlezo ebunzini lomntwana.*

¶ *Ati um-Priste.*

SIBONA nje, batandwa, ukuba lomntwana uzelwe [ababantwana bazelwe] ngokutsha, wamiliselwa [bamiliselwa] emzimbeni we-Kerike ka-Kristu, msimbulele u-Tixo u-Somandla ngenxa yawo lamatamsanqa; siti ngantliziyonye sitandaze kuye, ukuba ati lomntwana abugqibe [bati ababantwana babugqibe] ubomi bake [babo] njengoko aqale [baqale] ngako namhla.

¶ *Kut'we, beguqile bonke,*

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste,*

SIYAKUBULELA ngentliziyonye, Bawo otaru likulu, ngokuba utandile ukumzala [ukubazala] ngokutsha lomntwana [ababantwana] ngo-Moya wako

Oyingwele, wamankela waba ngumntwana wako [wabamkela baba ngabantwana bako], wamenza waba lilungu [wabenza baba ngamalungu] e-Kerikeni yako engcwele. Mpé [Bapé], siyakukunga ngolulamo, ukuba efile [befile] nje malunga nesono, apile [bapile] malunga nobulungisa, ati encwátyiwe [bati bencwátyiwe] kunye no-Kristu ekufeni kwake, abubetelele [babubetelele] emnqamlezweni ubuntu obudala, awutshabalalise [bawutshabalalise] wonke umzimba wezono; aze ati elidlelane [baze bati bengamadlelane] ngokufa ko-Nyana wako nje, abe lidlelane [babe ngamadlelane] nangokuvuka kwake; aze ati [baze bati] ekugqibeleni, nayo yonke i-Kerike yako engcwele, abudle [babudle] ilifa ubukumkani bako obungunapakade; ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste, bemi bonke, abayale aba-Meli ngalamazwi, ati,*

NGENXA yokuba lomntwana etembisile [ababantwana betembisile] ngani bameli bake [babo], okokuba uyakumlahla [bayakumlahla] u-Satana nayo yonke imisebenzi yake, akólwe [bakólwe] ku-Tixo, amkonze [bamkonze]; nifanele ukukumbula ukuba yindawo nomsebenzi wenu ukumxelela [ukubaxelela], akuba [bakuba] nengqondo, ukuba sikulu kwesifungo asenzileyo [basenzileyo] apa ngani. Nokuze aziqonde [baziqonde] ezizinto ngakumbi, niyakumbizela [niyakubabizela] ukupulapula intshumayelo ze-Lizwi lika-Tixo, niyikangele kakulu lendawo yokuba ayifunde [bayifunde] i-Ngxelo yokólo, nom-Tandazo we-Nkosi, nemi-Teto elishumi, nazo zonke ezinye izinto ezifanele ukwaziwa ngum-Kristu akólwe zizo, kuze kupile umpefumlo wake; nokuba akúliswe [bakúliswe] ngesimilo esifanelekileyo; sihlale sikumbula ukuba u-Báptizo olu lusibonisa umsebenzi

wetu, ukumfuza u-Kristu u-Mkúluli wetu, senziwe sibe njengaye; siti, njengokuba wafayo, wabuya wavuka ngenxa yetu, nati sibáptiziwe nje, sife malunga nesono, sivukele ebulungiseni; sihlale sizoyisa zonke inkanuko ezikohlakeleyo, siqúbela pambili ekulungiseni konke nasekumkonzeni u-Tixo.

¶ *Ahambise ngokuti,*

IZE ningalibali ukuba lomntwana aziswe [ababantwana baziswe] ku-Bishop ukuze abekwe [babe-kwe] izandla nguye, akuba [bakuba] nako ukuteta i-Ngxelo yokólo, nom-Tandazo we-Nkosi, nemi-Teto elishumi, eyifundile [beyifundile] ne-Ncwadi yemi-Buzo ye-Kerike ebálelwe ukufundiswa kwabazakubekwa izandla.

Kusekahleni nge-Lizwi lika-Tixo ukuba abantwana ababáptiziveyo, bakufa bengenkenzi sono, bayasindiswa ngokwenyanisa,

INKONZO

YOKUBAPTIZWA KWENTSANA

OKWENZELWA EKAYA.

¶ *Abafundisi bendawo ngendawo mababayale futi abantu ukuba beze nabantwana ukuze babaptizwe nge-Cawa yokugala nokuba ngeyesibini bezelwe, ukuba akukó sizatu saneleyo sivunyelweyo ngu-Mfundisi.*

¶ *Mababayale ukuba abantwana babo bangabaptizwa emakáya kungekó sizatu saneleyo. Ukuba sikó, mababaptizwe njengoko kubáliweyo apa :*

¶ *Makati kuqala u-Mfundisi walondawo (nokuba ngomnye u-Mfundisi we-Kerike ukuba yena akakó), ndawonye nabantu abakóyo, abizele ku-Tixo, atete um-Tandazo we-Nkosi neminye imi-Tandazwana ye-Nkongo yoku-Baptizwa kwentsana e-Kerikeni elungele ukuzakeka okukóyo. Ati u-Mfundisi, umntwana etiyiwe igama ngomnye wabakóyo, amgalele ngamanzi, atí.*

N Ndikubaptizela e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingwele. Amen.

¶ *Baguqe bonke, ati u-Mfundisi ambulele u-Tixo, atí,*

S IYAKUBULELA ngentliziyo, Bawo otafu likulu, ngokuba utandile ukumzala ngokutsha lomntwana ngo-Moya wako Oyingwele, wamamkela

waba ngumntwana wako, wamenza waba lilungu e-Kerikeni yako engwele. Mpé, siyakukúnga, ukuba ati ngoku elidlelane ngokufa ko-Nyana wako nje, abe lidlelane nangokuvuka kwake; aze ati ekugqibeleni nabo bonke abangwele bako abudle ilifa ubukumkani bako obungunapakade; ngaye u-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *Makungatandatyuzwa ke ukuba lomntwana ubaptizweyo ngalendlela ubaptizwe ngokwaneleyo, angeké apindwe ukubaptizwa. Kodwa ke ukuba umntwana uyapila, makaziswe e-Kerikeni, ukuze ati u-Mfundisi, ukuba umntwana wayebaptizwe nguye, ayazise i-Nilanganiso ukuba umntwana wabaptizwa nguye ngohlobo olumisiweyo, atí,*

NDIYANAZISA, ukuba lomntwana wabaptizwa ndim, ngevesha elitile, ekutini, pambi kwamanqina, nge-Nkongo emiselweyo yi-Kerike.

¶ *Kodwa ukuba umntwana ebebaptizwe ngomnye u-Mfundisi, makati u-Mfundisi walondawo umntwana azalelwe kuyo, mhlaumbi apo abaptizelwa kóna, abuze ukuba umntwana wabaptizwa ngokokumisiweyo na. Ati u-Mfundisi, ukuba abo bamzisayo umntwana bati uselebaptizwe, ababuze, atí,*

L OMNTWANA wabaptizwa ngubanina? Kwakukó banina ekubaptizweni kwalomntwana? Ngenxa yokuba zingaba zisilele indawo ezilungele le-Sakramente ngenxa yokoyika mhlaumbi ngokuxakeka; ndiyani buza ke ukuba,

Lomntwana wabaptizwa ngayipi into?

Lomntwana wabaptizwa ngamazwi ati-nina?

¶ *Ukuba u-Mfundisi uyagonda ngempendulo zabo ukuba umntwana wabaptizwa ngokokumisiweyo,*

akayikupinda ambáptize, woti amamkelele emhlambini wamakólwa enene, ngokutí,

NDIYANAZISA ukuba konke kwenziwa ngokulungileyo nangokufaneleyo ekubáptizweni kwalomntwana; owayezalelwe ezonweni napantsi kwenqumbo ka-Tixo; kaloku-nje ke ngokuhlanjululwa ngoku-Zalwa ngokutsha elu-Báptizweni, wamkelelwa enanini labantwana baka-Tixo nendlamafa zobomi obungunapakade; ngokuba i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu akazibandezi izipò zofefe lwake kubantwana abanje, koko uyababiza ngotando lwake olukulu beze kuye, njengokuba i-Vangeli engcwele isinqinela, isití

U-Marko Ongcwele x. 13.

BAYE bezisa abantwana ku-Kristu ukuze abacúkumise; basuke abafundi babakalimela abo babazisayo. Kekaloku ekubonile oku u-Yesu, wacapuka, watí kubo, Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli; ngokuba ubukumkani buka-Tixo bobabo banjalo. Inene ndití kuni, Ote akabamkela ubukumkani buka-Tixo njengomntwana akasayikungena kubo. Waza wabawola, wazibeka izandla pezu kwabo, waman' ebasikelela.

¶ *Ati u-Mfundisi, yakufundwa le-Vangeli, abayale abantu, atí,*

BATANDWA, niyaweve kule-Vangeli amazwi oMsindisi wetu u-Kristu, okokuba waxela ukuba abantwana mabaziswe kuye, nokubatetisa kwake abo babebatintela, nokubayala kwake abantu bonke ukuba bafuze bona ngobumsulwa. Niyabubona nobubele bake ngakubo obabonakaliswa zizenzo zake, kuba wabawola wababeka izandla zake, wabasikelela. Zeningatandabuzi, kólwani kanye ukuba umamkele

kwa ngokunjalo lomntwana ukóyo; wamwola ngenqubo zobubele bake; woza (njengokuba esitembisile e-Lizwini lake elingewele) amnike intsikelelo yobomi obungunapakade, amamkelise ubukumkani bake obungapeliyo. Simtembile nje ke u-Bawo wasezulwini ukuba wompáta ngobubele lomntwana ngokutsho ko-Nyana wake u-Yesu Kristu, masimbulele ngenyaniso nangolulamo, sitete um-Tandazo esiwufundisiwe nguye, siti,

BAWO wetu osezulwini, Malingewaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni. Amen.

TIXO Somandla Ongunapakade, Bawo wasezulwini, sikubulela ngolulamo ngenxa yokuba usibizele ekulwazini ufele lwako, nasekukólweni kuwe; Ngamana wakwandisa kuti okukwazi, uhlale uluqinisele kuti olukólo. Mpé lomntwana u-Moya wako Oyingcwele, aze ezelwe ngokutsha, eludlile ilifa usindiso olungunapakade, ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ahlale engumntu wako, asizuze isitembiso sako; ngayo lo-Nkosi yetu u-Yesu Kristu u-Nyana wako, ohleli elaula ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, kaloku nangonapakade. Amen.

¶ *Ati um-Priste abuze igama lomntwana; lakuzelwa ngaba-Meli, ahambise u-Mfundisi atí,*

UMTETELA nje lomntwana uyamhlala na u-Satana nayo yonke imisebenzi yake, inkazimlo namamenemene angendawo omhlaba, nazo zonke inkakano zawo ezikohlakeleyo, nenkanuko zenyama

ezingendawo, ngokokude ungazilandeli ungabi ngokokelwa zizo ?

Aba-Meli. Zonke ezonto ndiyazilahla.

U-Mfundisi.

UYAKOLWA na ku-Tixo u-Yise u-Somandla, u-Mdali wezulu nomhlaba ?

Naku-Yesu Kristu okupela ko-Nyana wake i-Nkosi yetu ? Nokuba wakaulwa ngo-Moya Oyingwele ; wazalwa yi-Ntombi u-Mariya ; nokuba weva ubunzima ngo-Pontiyus Pilato, wabetelelwa emnqamlezweni, wafa, wancwatywa ; nokuba wehlela kwelabafileyo, wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu ; nokuba wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunene kuka-Tixo u-Yise u-Somandla ; nokokuba uyakubuya evela kona agwebe abahleliyo nabafileyo ?

Uyakolwa na ku-Moya Oyingwele ; nayi-Kerike engewele eyi-Katolika ; nabudlelane babangewele ; nakukuxolelwa kwezono ; nakukuvuka komzimba ekufeni ; nabubomi bapakade emva kokufa ?

Aba-Meli. Konke oku ndiqinisile ukukolwa kuko.

U-Mfundisi.

UYAKUYIBAMBA uyilulamele intando ka-Tixo engewele nemiteto yake, uhambe ngayo yonke imihla usadla ubomi na ?

Aba-Meli. Ndiyakuyibamba.

¶ *Ati um-Priste,*

SIYAMAMKELA lomntwana entlanganisweni yomhlambi ka-Kristu, *simbale ngopawu lomnqamlezo, luqondisa ukubanamhla akayikuba nazintloni zokuluvuma ukolo luka-Kristu owabetelelwayo emnqamlezweni, ati pantsi kobukosi bake alwe nesono,

* Woti apa um-Priste abale umnqamlezo ebunzini lomntwana.

nomhlaba, no-Satana ngokukalipileyo ; ahlale ngumntu ka-Kristu onyanisekileyo bude bupela ubomi bake. Amen.

¶ *Ati um-Priste,*

SIIBONA nje, batandwa, ukuba lomntwana uzelwe ngokutsha ngo-Baptizo, wamiliselwa emzimbeni we-Kerike ka-Kristu, masimbulele u-Tixo u-Somandla ngenxa yawo lamatamsanqa ; siti ngantliziyi nye sitandaze kuye, ukuba ati lomntwana abugqibe ubomi bake njengoko aqale ngako namhla.

¶ *Ati um-Priste,*

SIYAKUBULELA ngentliziyi, Bawo otafu likulu, ngokuba utandile ukumzala ngokutsha lomntwana ngo-Moya wako Oyingwele, wamamkela waba ngumntwana wako, wamenza waba lilungu e-Kerikeni yako engewele. Mpe, siyakukunga ngolulamo, ukuba efile nje malunga nesono, apile malunga nobulungisa, ati encwatywe kunye no-Kristu ekufeni kwake, abubetelele emnqamlezweni ubuntu obudala, awutshabalalise wonke umzimba wezono ; aze ati elidlelane ngokufa ko-Nyana wako nje, abe lidlelane nangkuvuka kwake ; aze ati ekugqibeleni, nayo yonke i-Kerike yako engewele, abudle ilifa ubukumkani bako obungunapakade ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *Ati u-Mfundisi, bemi bonke, abayale aba-Meli ati,*

NGENXA yokuba lomntwana etembisile ngani bameli bake, okokuba uyakumlahla u-Satana nayo yonke imisebenzi yake, akolwe ku-Tixo, amkonze ; nifanele ukukumbula ukuba yindawo nomsebenzi wenu ukumxelela, akuba nengqondo, ukuba sikulu

kwesifungo asenzileyo apa ngani. Nokuze aziqonde ezizinto ngakumbi, niyakumbizela ukupulapula intshumayelo ze-Lizwi lika-Tixo, niyikangele kakulu lendawo yokuba ayifunde i-Ngxelo yokólo, nom-Tandazo we-Nkosi, nemi-Teto elishumi, nazo zonke ezinye izinto ezifanele ukwaziwa ngum-Kristu akólwe zizo, kuze kupile umpefumlo wake; nokuba akúliswe ngesimilo esifanelekileyo; sihlale sikúmbula ukuba u-Báptizo olu lusibonisa umsebenzi wetu, ukumfuza u-Kristu u-Mkúluli wetu, senziwe sibe njengaye; siti, njengokuba wafayo, wabuya wavuka ngenxa yetu, nati sibáptiziwe nje, sife malunga nesono, sivukele ebulungiseni; sihlale sizoyisa zonke inkanuko ezikohlakelayo, siqúbela pambili ekulungiseni konke nasekumkonzeni u-Tixo.

¶ *Kodwa ukuba abamzisayo umntwana e-Kerikeni bapendula ngokungaqondekiyo, ukuze kungaqondeki ukuba umntwana wayebáptiziwe nga-Manzi, e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingewe, (ezona ndawo zinkulu ezo ke elu-Báptizweni). makati um-Priste ambáptize ngokom-Miselo woku-Báptizwa kwe-Ntsana e-Kerikeni; kodwa akumtywilisela emanzini uyakulí,*

UKUBA akukabáptizwa, N. Ndiyakubáptizela e-Gameni lo Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingewe. Amen.

INKONZO

YOKUBAPTIZWA KWABAKULILEYO

BENOKUZIPENDULELA NGOKWABO.

¶ *Nxa kuzakubáptizwa abasebekúlile, makubikwe ku-Bishop, nokuba kulowo uyakumiswa nguye, ngábazali babo, nokuba ngabanye abantu abafanelekileyo, kungabi nganeno kwentsuku ezisixénxe pambi kokubáptizwa kwabo, baze babuzwe bacikidwe ukuba bayifundisiwe ngokwaneleyo na im-Fundiso yama-Kristu, nokuze bayalwe ukuba mabati ngokutandaza nangokuzila bazilungisele ukwamkela le-Sakramente ingcwele.*

¶ *Ukuba bafunyanwa befanele, aba-Meli babo bayakubasa ngase-Fontini kwakugqitywa isi-Fundo sesibini, nokuba kusem-Tandazweni wa-Kusasa nokuba ngowango-Kuhlwa, ngokubona ko-Mfundisi, nxa abantu behlangene, nokuba kunge-Cawa, nokuba kungomnye um-Hla ongcwele omisweyo.*

¶ *Ati um-Priste, bemi kóna, abuze ukuba kukó oké wabáptizwa na kubo abobantu: Ukuba batí, Hai, um-Priste uyakulí,*

BATANDWA, ngenxa yokuba bonke abantu bazalwa esonweni, (kekaloku okuzelwe yinyama kukwayinyama), nabahleli enyameni abanako ukumkólisa u-Tixo, bahleli ezonweni bezenza izipóso ezininzi, nangenxa yokuba u-Msindisi wetu u-Kristu

uti, Akukó unokungena ebukumkanini buka-Tixo, ukuba akazalwanga ngokutsha ngamanzi nango-Moya Oyingwele; nditi kuni bizelani ku-Tixo u-Yise, ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ukuba ati ngobubele bake obukulu abapé ababantu [ampé lomntu] oko bebengayi [ebengayi] kuba nako ngemvelo; okokuba babáptizwe [abáptizwe] ngamanzi no-Moya Oyingwele, bamkelelwe [amkelelwe] e-Kerikeni ka-Kristu engewele, benziwe babe ngamalungu apilileyo ayo [enziwe abe lilungu elipilileyo layo].

¶ *Ati um-Priste,*

Masitandaze.

(¶ *Iguqe i-Ntlanganiso yonke.*)

TXIXO Somandla Ongunapakade, owati ngobubele bako obukulu wamsindisa u-Nowa nosapo lwake enqanaweni ukuze bangabúbi ngamanzi; wabaweza abantu bako ama-Sirayeli e-Lwandle olu-Bomvu, uze-kelisa u-Báptizo lwako olungewele, owati ngokubáptizwa ko-Nyana wako u-Yesu Kristu emlanjeni, e-Yordan, wawangwalisa amanzi aba ngumqondiso wokuhlanjululwa kwezono; Siyakukúnga ukuba ubakangele [umkangele] ngofefe ababantu bako [lomntu wako]; bahlambe ubangwalise [mhlambe umngwalise] ngo-Moya Oyingwele, baze bati besindile [aze ati esindile] kuyo ingqumbo yako, bamkelelwe [amkelelwe] enqanaweni ye-Kerike ka-Kristu; bati beqinile [ati eqinile] elukólweni, bevuya [evuya] ngetemba, besekelwe [esekelwe] elutandweni, badlule [adlule] pezu kwamaza alomhlaba ukatazayo, bade bafikelele [ade afikelele] ezweni lobomi obungapéliyo, bapáte [apáte] ubukosi ndawonye nawe ngonapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TXIXO Somandla Ongunapakade, Mncedi wabo abasabela kuwe, Boni bamakólwa, no-Vuko lwabafileyo; Sitandazela ababantu [lomntu], ukuba bati besiza [ati esiza] elu-Báptizweni lwako olungewele, bakuzuze [akuzuze] ukuxolelwa kwezono ngokuzalwa ngokomoya. Bamkele [Mamkele], Nkosi, njengoko watshoyo u-Nyana wako oyintanda ukuti, Celani, noplwa; funani, nofumana; nqonqozani, novulelwa; Sipé ke tina sicelayo; masifumane tina sifunayo; sivulele isango tina sinqonqozayo; baze bati ababantu bayive [aze ati lomntu ayive] intsikelelo engunapakade ngokuhlanjululwa kwasezulwini, bafikelele [afikelele] ebukumkanini bako obungunapakade owabutembisayo ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Bati abantu beme, atele um-Priste ati,*

Wapulupuleni amazwi abáliweyo ngu-Yohane Ongewe-le e-Vangelini yake, kwisahluke sesitatu, kuqala kwisahlukwana sokuqala.

KWAYE kukó umntu wakuba-Farisi, ogama lingu-Nikodemo, umpáti wama-Yuda. Lowo weza ku-Yesu ebusuku, wati kuye, Rabi, siyazi ukuba ungumfundisi ovela ku-Tixo; kuba akukó namnye unako ukuyenza lemiqondiso uyenzayo wena, ukuba u-Tixo akanaye. Wapendula u-Yesu wati kuye, Inene, inene nditi kuwe, Ukuba akatanga umntu azalwe ngokutsha, akanakububona ubukumkani buka-Tixo. Uti u-Nikodemo kuye, Angati-nina umntu ukuzalwa emdala, angaba nako yinina ukungena okwesibini esizalweni sonina azalwe? Wapendula u-Yesu wati, Inene, inene nditi kuwe, Ukuba umntu akatanga azalwe ngamanzi nangu-Moya, akanakungena ebukumkanini buka-Tixo. Okuzelwe yinyama kuyinyama, nokuzelwe ngu-Moya kungumoya. *Mus'*

ukumangaliswa kukuba ndité kuwe, Nimelwe kukuti nizalwe ngokutsha. Umoya upépéza apo utanda kóna, uze usive isandi sawo, kodwa ungawazi apo uvela kóna, nalapo usinga kóna; bakwanjalo bonke abazelwe ngu-Moya.

¶ *Abayale ngalamazwi alandelayo, atí,*

BTANDWA, niyaweve kule-Vangeli amazwi o-Msindisi wetu u-Kristu, ati ukuba umntu akatanga azalwe ngamanzi nangu-Moya akanakungena ebukumkanini buka-Tixo. Eningati ngawo nibone ukuba simelwe kukuyamkela le-Sakramente, nxa inokufunyanwa. Wati yena, nxa ebezakunyukela ezulwini (njengokuba sifunda kwisahluko sokupéla se-Vangeli ka-Marko), wanika umyalelo kubafundi bake, watí, Hambani niye kulo lonke ihlabati, nizi-vakalise indaba ezilungileyo kuyo yonke indalo. Lowo ukóliweyo wabáptizwa wosindiswa, ke yena ongakólwanga wogwetywa. Sibona ngoko uncedo olukulu esiluzuzayo ngobáptizo olu. Ngako oko u-Petros um-Postile, bakhulabeka entliziyweni abaninzi, akuqala ukuyishumayela i-Vangeli, babuza kuye nakwabanye aba-Postile batí, Madoda bazalwana, siti-nina? wapendula watí kubo, Guqukani, ni-báptizwe nonke ngabanye, ukuze nixolelwe izono, namkele isipó so-Moya Oyingcwele. Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakubo bonke abakude, esukuba i-Nkosi u-Tixo wetu iyakubabiza. Nangamanye amazwi amaninzi wayeqononondisa, evuselela esití, Zisindiseni kwesisizukulwana sigoso. Kuba (njengokuba lom-Postile esixelela kwenye indawo) u-Báptizo luyasisindisa nanamhla ngako ukuvuka kuka-Yesu Kristu (kungekukó ukulahla ubunyukunyuku benyama, kukubuzisa ku-Tixo kwesazela esingenatyala). Zeningatandabuzi, kólwani kanye

ukuba uyakubamkela (uyakumamkela) ngofefe ababantu bakóyo [lomntu ukóyo], begqobokile [egqobokile] ngokwenyaniso, besiza [esiza] kuye ngokólo, abaxolele [amxolele] izono, abanike [amnike] u-Moya Oyingcwele nobomi obungunapakade, babudle [abudle] ilifa ubukumkani bake obungapéliyo.

Simtembile nje ke u-Bawo wasezulwini ukuba wobapáta [wompáta] ngobubele ababantu [lomntu], ngokutsho ko-Nyana wake u-Yesu Kristu, masimbulule ngenyaniso nangolulamo, sití,

TXIXO Somandla Ongunapakade, Bawo wasezulwini, sikubulela ngolulamo ngenxa yokuba usibizele ekulwazini ufefe lwako, nasekukólweni kuwe; Ngamana wakwandisa kuti okukwazi, uhlele uluqiniselela kuti olukólo. Bapé ababantu [Mpé lomntu] u-Moya wako Oyingcwele, baze bazalwe [aze azalwe] ngokutsha, baludle [aludle] ilifa usindiso olungunapakade; ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ohleli elaula ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, kaloku nangonapakade. *Amen.*

¶ *Atete um-Priste kubantu abazakubáptizwa, atí,*

BTANDWA [Sitandwa], enizileyo [ozileyo] apa nifuna [ufuna] ukulwamkela u-Báptizo olungcwele, niyivile [uyivile] imitandazo yalentlanganiso, eyokuba makukóleke e-Nkosini u-Yesu Kristu ukunamkela nokunisikelela [ukukwamkela nokukusikelela], inikúlule [ikukúlule] kuzo izono zenu [zako], inipé [ikupé] ubukumkani basezulwini nobomi obungunapakade. Nivile [Uvile] ukuba i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu itembisile e-Lizwini layo elingcwele ukuba iyakuzinika zonke ezonto sizicelileyo; idinga elo iyakuqinisa ukulenza ngecala layo. Ngako oko u-Kristu etembisile nje, nifanele [ufanele] ukuti

ngecala lenu [lako], pambi kwama-Nqina enu [ako], nalentlanganiso yonke, nitembise [utembise] ukuba niyakumhlala [uyakumhlala] u-Satana nayo yonke imisebenzi yake, nikólwe [ukólwe] ngokuqinisekileyo li-Lizwi elingcwele lika-Tixo, niyigcine [uyigcine] imiteto yake, niyilulamele [uyilulamele].

¶ *Ati um-Priste ababuze abazakubáptizwa ngabanje lemibuzo :*

Umbuzo.

UYAMLAHLA na u-Satana nayo yonke imisebenzi yake, inkazimlo namamenemene angendawo omhlaba, nazo zonke inkanuko zawo ezikohlakeleyo, nenkanuko zenyama ezingendawo, ngokokude ungazilandeli ungabi ngokokelwa zizo ?

Impendulo. Zonke ezonto ndiyazilahla.

Umbuzo.

UYAKOLWA na ku-Tixo u-Yise u-Somandla, u-Mdali wezulu nomhlaba ?

Naku-Yesu Kristu okupéla ko-Nyana wake i-Nkosi yetu ? Nokuba wakáulwa ngo-Moya Oyingcwele ; wazalwa yi-Ntombi u-Mariya ; nokuba weva ubunzima ngo-Pontiyus Pilato, wabetelelwa emnqamlezweni, wafa, wanewátywa ; nokuba wehlela kwelabafileyo, wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu ; nokuba wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunene kuka-Tixo u-Yise u-Somandla ; nokokuba uyakubuya evela kóna agwebe abahleliyo nabafileyo ?

Uyakólwa na ku-Moya Oyingcwele ; nayi-Kerike engcwele eyi-Katolika ; nabubudlelane babangcwele ; nakukuxolelwa kwezono ; nakukuvuka komzimba ekufeni ; nabubomi bapakade emva kokufa ?

Impendulo. Konke oku ndiqinisile ukukólwa kuko.

Umbuzo.

UFUNA ukubáptizelwa kolukólo na ?
Impendulo. Ndifuna njalo.

Umbuzo.

UYAKUYIBAMBA uyilulamele intando ka-Tixo engcwele nemiteto yake, uhambe ngayo yonke imihla usadla ubomi na ?

Impendulo. Ndiyakulinga ukwenjenjalo, ngoncedo luka-Tixo.

¶ *Ati um-Priste,*

TIXO Otaru likulu, yenza ukuba ubuntu obudala kubo ababantu [kulomntu] buncwátywe, ukuze kudalwe ubuntu obutsha kubo [kuye]. *Amen.*

Yenza ukuba zonke inkanuko zenyama zife kubo [kuye], kuti konke oko-Moya kupile kukúle kubo [kuye]. *Amen.*

Yenza ukuba babe [abe] namandla okoyisa nokudela u-Satana, nomhlaba, nenyama. *Amen.*

Yenza ukuba bona benikelwa [yena enikelwa] kuwe apa bubufundisi nobukonzi betu, bambeswe [ambeswe] ngamandla asezulwini, bawamkele [awamkele] umvuzo ongunapakade, ngalo itaru lako, Nkosi Tixo odumisekayo, ohleliyo, upéte into zonke, ngonapakade. *Amen.*

TIXO Somandla, Ongunapakade, o-Nyana wako oyintanda u-Yesu Kristu wakúpa ecaleni lake elixabiso likulu amanzi negazi, ukuze kuxolelwe izono zetu ; waza wanika umyalelo kubafundi bake, wokuti mabaye bazifundise zonke intlanga, bazi-báptizele e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingcwele ; Zipulapule, siyakutandaza, izikúngo

zalentlanganiso; wangcwalise lamanzi abe ngumqondiso wemfihlakalo yokuhlanjululwa kwezono; wenze ukuba abantu abaza [umntu oza] kubaptizwa kuwo, balufumane [alufumane] ufefe lwako ngokupéleleyo, bahlale behleli bengabenani [ahlal'ehleli engowenani] labantwana bako abanyuliweyo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Um-Priste wombamba elowo ozakubaptizwa ngesandla sokunene, amse ngase-Fontini, alibuze igama kuba-Meli, aze amntywilisele emanzini, okunye amgalele ngamanzi, esiti,*

N. Ndikubaptizela e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingwele. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste,*

SSIYAMAMELA lomntu entlanganisweni yomhlambi ka-Kristu, *simbale ngopawu lomnqamlezo, luqondisa ukuba namhla akayikuba nazintloni zokuluvuma ukólo luka-Kristu owabetelelwayo emnqamlezweni, ati pantsi kobukosi bake alwe nesoño, nomhlaba, no-Satana ngokukápileyo; ahlale engumntu ka-Kristu onyanisekileyo bude bupéle ubomi bake. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste,*

SSIBONA nje, batandwa, ukuba ababantu bazelwe [lomntu uzelwe] ngokutsha, bamliselwa [wamiliselwa] emzimbeni we-Kerike ka-Kristu, masimbulele u-Tixo u-Somandla ngenxa yawo lamatamsanqa, siti ngantliziyo nye sitandaze kuye, ukuba bati ababantu babugqibe [ati lomntu abugqibe] ubomi babo [bake] njengoko baqale [aqale] ngako namhla.

¶ *Kutwe um-Tandazo we-Nkosi, beguqile bonke.*

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla nge-mihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkhokhalelweni. *Amen.*

SSIYAKUBULELA ngolulamo, Bawo wasezulwini, ngenxa yokuba usibizele ekulwazini ufefe lwako, nasekukólweni kuwe; Ngamana wakwandisa kuti okukwazi, uhlale uluqinisela kuti olukólo. Bapé ababantu [Mpé lomntu] u-Moya wako Oyingwele; baze bati bezelwe [aze ati ezelwe] ngokutsha, beludlile [eludlile] ilifa usindiso olungunapakade, ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, bahlale bengabantu bako [ahlale engumntu wako], bazizuze [azizuze] izitembiso zako; ngayo lo-Nkosi u-Yesu Kristu u-Nyana wako, ohleli elaula ndawonye nawe no-Moya Oyingwele, ngonapakade. *Amen.*

¶ *Um-Priste, bemi bonke, aqale ayale aba-Meli ati,*

KEKALOKU ababantu betembisile [lomntu etembisile] pambi kwenu nje, ukuba bayakumhlala [uyakumhlala] u-Satana nayo yonke imisebenzi yake, bakólwe [akólwe] ku-Tixo, bamkonze [amkonze]; nifanele ukukumbula ukuba ngumsebenzi wenu ukubakumbuza [ukumkumbuza] ukuba sikulu kwesifungo abasenzileyo [asenzileyo] pambi kwalentlanganiso napambi kwenu eningamanqina abo [ake] anyuliweyo. Nifanele ukubayala [ukumyala] kunene, ukuba banyameke [anyameke] kakulu ukufundiswa i-Lizwi lika-Tixo elingwele; ukuze bamane bequbela [amane equbela] pambili ekumtandeni nasekumazini u-Yesu.

Kristu i-Nkosi yetu, bahlale [ahlale] ngokumkonza u-Tixo, ngokulungileyo, nangobuncatu kobubomi bu-koyo.

¶ *Ati, ebekisa kwabasand' [kosand'] ukubaptizwa. ahambise ati,*

NINA [Wena] ke, enite [ote] ngokubaptizwa kwenu [kwako], namambata [wamambata] u-Kristu, nenziwa naba [wenziwa waba] lusapo luka-Tixo noku-kanya, ngalo ukolo olukuye u-Yesu Kristu, yindawo nomsebenzi wenu [wako] ukuhamba ngendlela yobu-Kristu nabantwana bokukanya; nihlale nikumbula [uhlale ukumbula] ukuba u-Baptizo olu lusibonisa umsebenzi wetu, ukumfuza u-Kristu u-Mkululi wetu, senziwe sibe njengaye; siti, njengokuba wafayo, wabuya wavuka ngenxa yetu, nati sibaptiziwe nje, sife malunga nesono, sivukele ebulungiseni; sihlale sizoyisa zonke inkanuko ezikohlakeleyo, siqubela pambili ekulungiseni konke, nasekumkonzeni u-Tixo.

¶ *Kungalunga ukuba bonke abantu ababaptizwa ngokuhlobo babekwe izandla ngu-Bishop kufupi emva koku-Baptizwa kwabo, ukuze babe nako ukuba ngabankeli bom-Tendeleko ongewele.*

¶ *Ukuba kuko abantu ababaptizwanga ebuntwaneni babo baziswe ukuba babaptizwe bengakabi nangqondo yokuzipendulela, kunganela ukuba kusetyenziswe i-Nkonzo yo-Baptizo lwentsana e-Kerikeni, mhla-umbi (nxa ngaba kuko ingozi) i-Nkonzo yo-Baptizo lwase-Kaya, kuguqulwe kupela ilizwi elithi [umntwana] kutiwe endaweni yalo [umntu] njengoko kufunekayo.*

INCWADI YOMBUZO

ESISIFUNDO SIFANELE UKUFUNDWA NGABANTU BONKE, BENGEKABEKWA IZANDLA NGU-BISHOP.

Umbuzo.

UNGUBANINA i-Gama lako ?
Impendulo. Ndingu —.

Umbuzo. Walitiywa ngubani elo-Gama ?

Impendulo. Ngaba-Meli bam ekubaptizweni kwam; endati ngako ndenziwa ilungu lika-Kristu, umntwana ka-Tixo, indla-lifa yobukumkani bezulu.

Umbuzo. Bakwenzela nto-nina ngeloxesha aba-Meli bako ?

Impendulo. Batembisa bafungela indawo zantatu egameni lam. Eyokuqala, yeyokuba ndimlahle u-Satana nayo yonke imisebenzi yake, inkazimlo namamenemene angendawo alomhlaba ukohlakeleyo, nazo zonke inkanuko zenyama ezincolileyo. Eyesibini, yeyokuba ndikolwe zizo zonke imfundiso zokolo lobu-Kristu. Eyesitatu, yeyokuba ndiyibambe ndiyilulamele intando engewele ka-Tixo nemiteto yake, ndihambe ngayo, yonke imihla yokudla kwam ubomi.

Umbuzo. Akutsho yini wena ukuti umelwe kukukolwa zizo ezindawo bazitembisayo ngawe, uzenze ?

Impendulo. Ewe, ngokwenene, ndiyakwenjenjalo ngoncedo luka-Tixo. Ndiyambulela u-Bawo wetu wasezulwini ngentliziyo ipela, ngenxa yokuba endibizele elusindisweni, ngaye u-Yesu Kristu u-Mkululi wetu. Kanjalo ndiyamtandaza u-Tixo ukuba andisize ngofefe lwake, ndihlale kolusindiso ndide ndife.

Umbuzo.

Káutsho ke i-Ngxelo yokólo lwako.

Impendulo.

NDIYAKOLWA ku-Tixo u-Yise u-Somandla, u-Mdali wezulu nomhlaba:

Naku-Yesu Kristu okupéla ko-Nyana wake, i-Nkosi yetu, Owakáulwa ngo-Moya Oyingewe, Wazalwa yi-Ntombi u-Mariya, Weva ubunzima ngo-Pontiyus Pilato, Wabetelelwa emnqamlezweni, wafa, wancwátywa, Wehlela kwelabafileyo: Wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu, Wenyukela ezulwini, Uhleli ngasekunene kuka-Tixo u-Yise u-Somandla; Apo ayakubuya evela kóna agwebe abahleliyo nabafileyo.

Ndiyakólwa ku-Moya Oyingewe; I-Kerike engewele eyi-Katolika; Ubudlelane babangewele; Ukuxolelwa kwezono; Ukuvuka komzimba ekufeni; Nobomi bapakade. Amen.

Umbuzo. Calula ezona ndawo zizintloko ofunda zona kule-Ngxelo yokólo.

Impendulo. Kuqala, ndifunda ukukólwa ku-Tixo u-Yise, owandidalayo, nento zonke ezikóyo.

Okwesibini, ku-Tixo u-Nyana, owandisindisayo, nabo bonke abantu.

Okwesitatu, ku-Tixo u-Moya Oyingewe, ondenza ngewele, nabo bonke abantu abanyuliweyo baka-Tixo.

Umbuzo.

Ubuté, Aba-Meli bako batembisa ukuba uyakubamba imi-Teto ka-Tixo. Ndixelele ke ukuba mingapina?

Impendulo. Ilishumi.

Umbuzo. Yiyipi?

Impendulo.

YEYATETWA ngu-Tixo encwadini ye-Eksodus, kwisahluko samashumi mabini, esiti, Mna ndiyi-Nkosi u-Tixo wako, owakukúpayo ezweni le-Yiputa, endlwini yobukóboka.

I. Akuyikuba natixo bambi ngapandle kwam.

II. Akuyikuzenzela mfanekiso uqingqiweyo, nanto ifana nesezulwini pezulu, nesehlabeni pantsi, nesemanzini ngapantsi komhlaba. Akuyikuqubuda kuzo, ungazinquli kanjalo: ngokuba Mna Nkosi Tixo wako ndingu-Tixo onekwéle, ndibuza izono zoyise kubo abantwana kuse kwesesitatu nesesine isizukulwana sabanditayayo, ndinenceba kumawaka abanditandayo, beyibamba imiteto yam.

III. Akuyikufumana ulikankanye i-Gama le-Nkosi u-Tixo wako: kuba i-Nkosi ingayikumyeke angabi natyala ofumana elikankanya i-Gama layo.

IV. Kúmbula umhla we-Sabata uwenze ngewele. Uyakusebenza imihla ibe mitandatu, uwenze wonke umsebenzi wako; ke wona umhla wesixénxe uyi-Sabata ye-Nkosi u-Tixo wako. Akuyikupáta msebenzi ngawo, wena, nonyana wako, nentombi yako, nesicaka sako, nesicakazana sako, nenkomo zako, nowasemzini opakati kwamasango ako. Ngokuba i-Nkosi yadala izulu nomhlaba, nolwandle, nento zonke ezikóna, ngemihla emitandatu, yaza yapumla ngowesixénxe umhla: kungoko i-Nkosi yawusikelelayo umhla wesixénxe, yawungcwalisa.

V. Beka uyihlo nonyoko; ukuze wolulelwe imihla ezweni oliptwayo yi-Nkosi u-Tixo wako.

VI. Akuyikubulala.

VII. Akuyikufexeza.

VIII. Akuyikubá.

IX. Akuyikunqina ubuxoki ngommelwane wako.

X. Akuyikunqwenela indlu yommelwane wako,

akuyikunqwenela umfazi wommelwane wako, nesicaka saké, nesicakazana sake, nenkomo yake, nehashe lake, nanye into eyiyeyake.

Umbuzo.

Indawo ezizintloko ofunda zona kulemiteto zizipi ?

Impendulo. Ndifunda into ezimbini: endimelwe kukwenza yona ku-Tixo, nendimelwe kukwenza yona kummelwane wam.

Umbuzo. Yiyipi omelwe kukwenza yona ku-Tixo ?

Impendulo. Into endimelwe kukwenza yona ku-Tixo, yeyokuba ndikólwe kuye, ndimoyike, ndimtanze ngentliziyo yam yonke, ngengqondo yam yonke, ngompefumlo wam wonke, nangamandla am onke; ndinqule yena, ndimbulele, nditembe yena yedwa, nditandaze kuye, ndilidumise i-Gama lake elingcwele ne-Lizwi lake, ndimkonze ngenyaniso ndide ndiye kufa.

Umbuzo. Into omelwe kukwenza yona kummelwane wako yiyipi ?

Impendulo. Into endimelwe kukwenza yona kummelwane wam, yeyokuba ndimtande ngoko ndizitanda ngako, ndenze ebantwini bonke ngoko ndinga bangenza ngako kum: Ndibatande, ndibabeke, ndibondle obawo nomá: Ndimbeke ndimpulapule u-Kumkani, nabo bonke abanamagunya pantsi kwake: Ndibalulamele bonke abandipéteyo, nabafundisi bam, nabagcini-mpefumlo bam, nenkosi zam: Ndzitobe, ndibalulamele bonke abakulu kum: Ndingoni mtu nangelizwi nangesenzo: Ndinyaniseke ndingakohlisi mtu: Ndingabi nanzondo nahunya entliziyweni yam: Ndzigcine izandla zam zingébi, nolwimi lwam lungaxoki, lungahlebi, lungatyóli: Ndiwugcine umzimba wam ngobuncátu, ngokuzilumkela, nangobumsulwa: Ndinganqweneli mpabla yabanye abantu; kodwa ndifunde ndisebenze ngokukúteleyo ukuze

ndizuze ukupila kwam, ndenze ngoko ndimelwe kukwenza ngako kulontlalo ndiyakubekwa kuyo ngu-Tixo.

Umbuzo.

Qonda lendawo, Mtanam, yokuba akunako ukuze nza ezizinto ngokwako, nokuhamba ngemi-Teto ka-Tixo umkonze, ungawaplwanga amandla nguye, ofanele ukuwacela ngokutandaza amaxesha onke. Maké ndive ke ukuba uyawazi na um-Tandazo we-Nkosi.

Impendulo.

BAWO wetu osezulwini, Malingcwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla nge-mihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni. Amen.

Umbuzo. Ucela zinto zini ku-Tixo kulom-Tandazo ?

Impendulo. Ndicela e-Nkosini yam u-Tixo, u-Bawo wetu wasezulwini, osipáyo zonke izinto ezilungileyo, okokuba andipé amandla mna nabantu bonke; size simnqule, simkonze, simpulapule njengoko kusifaneleyo. Ndimtandaza u-Tixo, okokuba asipé zonke izinto ezilungele imipefumlo nemizimba yetu; abe netafu kuti, asixolele izono zetu; asisindise asilondolozé kuzo zonke ingozi, ezompefumlo nezomzimba; asisindise kuso sonke isono nenkohlakalo, kulo utshaba lwetu olungu-Satana, nasekufeni kwapakade. Ndiyatamba ukuba uyakukwenza oku ngenceba yake nangokulunga kwake, ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Ngako oko nditi, Amen, oko kukuti, Makube njalo.

Umbuzo.

U-KRISTU umise i-Sakramente ezingapi e-Kerikeni yake ?

Impendulo. Ezimbini kupéla, ekufuneka zikò ukuze umntu asindiswe, lu-Báptizo, nom-Tendeleko we-Nkosi.

Umbuzo. Liteta ukuti-ni elilizwi liti i-Sakramente ?

Impendulo. Liteta into engumqondiso obonwa ngamehlo, wamandla angapakati omoya esiwapiweyo, udalwe ngu-Kristu ngokwake, ukuze siwazuze lomandla ngawo, ube sisinyaniso sokokuba siyawafumana.

Umbuzo. Izahlulo ze-Sakramente zingapi ?

Impendulo. Zibini; ngumqondiso obonwa ngamehlo, ngamandla angapakati omoya.

Umbuzo. Uyinto-ni umqondiso obonwa ngamehlo elu-Báptizweni ?

Impendulo. Ngamanzi; ati umntu abáptizwe ngawo e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingcwele.

Umbuzo. Ayinto-ni amandla angapakati omoya ?

Impendulo. Kukufa malunga nesono, nokuzalwa ngokutsha ebulungiseni; ngokuba tina sizalelwe esonweni, singabantwana bengqumbo, senziwa ngawo sibe ngabantwana bofefe.

Umbuzo. Kufuneka nto-ni ebantwini abaza kubáptizwa ?

Impendulo. Inguquko, abalahla isono ngayo: nokòlo, abati ngalo bakòlwe zizitembiso zika-Tixo ezenziweyo kubo elu-Báptizweni.

Umbuzo. Pofu kute-ni ukuba kubáptizwe nentsana, ezingenakuba nazo ezonto ?

Impendulo. Ngokuba ziyazitembisa ezonto ngaba-Meli bazo; ziti zakukùla zimelwe kukuzenza ngokwazo.

Umbuzo. Yayidalelwe nto-ni i-Sakramente yom-Tendeleko we-Nkosi ?

Impendulo. Ukuba ibe sisikumbuzo sokuhlala sikunjuzwa ngaso idini lokufa kuka-Kristu, namalungelo esiwazuzayo ngalo.

Umbuzo. Uyinto-ni umqondiso obonwa ngamehlo em-Tendelekweni we-Nkosi ?

Impendulo. Si-Sonka ne-Wayine, eyasiyalela zona i-Nkosi ukuba sizamkele.

Umbuzo. Iyinto-ni into epakati ekuzekeliswa yona ?

Impendulo. Ngum-Zimba ne-Gazi lika-Kristu, eziti ezonto zitatyatwe zamkelwe ngokwenyaniso ngabakòliweyo em-Tendelekweni we-Nkosi.

Umbuzo. Ngamalungelo manina esiwazuzayo ngakho ?

Impendulo. Kukomelezwa nokuhlaziywa kwemipefumlo yetu ngum-Zimba ne-Gazi lika-Kristu, nje ngokuba nemizimba yetu isenziwa njalo si-Sonka ne-Wayine.

Umbuzo. Kufuneka nto-ni kwabezayo em-Tendelekweni we-Nkosi ?

Impendulo. Okokuba bazicikide, ukuba bayaguquka ngokwenyaniso na ezonweni zabo ezidlulileyo, bazimisele na okokuba bayakuhlala intlalo entsha; babe netemba elipilileyo ebubeleni buka-Tixo ngaye u-Kristu, bekumbula ukufa kwake bebulela; bahlale betandana nabantu bonke.

¶ *Aba-Fundisi bendawo ngendawo bayakuti nge-Carwa nangeminye imihla engcwele, emva kwesi-Fundo sesibini som-Tandazo wango-Kuhlwa, bazifundise intsapo ezitunyelwe kubo kuyo lencwadi yom-Buzo.*

¶ *Bonke abanabantwana bobatumela kunye nezicaka zabo (abangekayifundi lencwadi yom-Buzo), baye e-Kerikeni ngexesha elimisiweyo, bati kóna bapulapule bafundiswe ngu-Mfundisi, bade bazazi zonke izinto ezibáliweyo apa.*

¶ *Bakuba abantwana benobudala obufaneleyo, beyazi i-Ngxelo yo-Kólo, um-Tandazo we-Nkosi, nemi-Teto elishumi, benako nokuyipendula imibuzo ebúliweyo kulencwadana yom-Buzo, bayakusiwa ku-Bishop. Ati elowo abe nom-Meli wokunqina okokuba babekiwe izandla.*

¶ *Makati u-Mfundisi akwaziswa ukuba kuzakubakó u-Beko lwezandla, avase ku-Bishop amagama abantu ati yena bakufanele ukubekwa izandla, okunye awatu-mele nencwadi enegama lake. Ati u-Bishop, ukuba uyabamkela, ababeke izandla ngokommiselo olandelayo.*

UMMISELO

WO-BEKO LWE-ZANDLA

PEZU KWABABAPTIZIWEYO, BEFIKELELE
EBUDALENI, BENENGQONDO.

¶ *Ngemini emisiveyo bonke abazakubekwa izandla bayakuma belungeleliswe pambi ko-Bishop; ati yena (mhlambi omnye u-Mfundisi omiswe nguye) atete lamazwi alandelayo, ati,*

UKUZE u-Beko lwezandla lube nokunceda ngakumbi abalwamkelayo, i-Kerike ikúpe umteto wokuti, kususela koku akuyikubekwa zandla pezu komntu, ukuba akakwazi ukuteta i-Ngxelo yo-Kólo, nom-Tandazo we-Nkosi, nemi-Teto elishumi; abe nokuyipendula imibuzo ese-Newadini yom-Buzo; lomteto ke ufanele kakulu ukugcinwa; ukuze abantwana bakukúla, bakuba nengqondo, bezazi izinto ababetenjiselwe zona ngaba-Meli babo mhlana babáptizwa, babuye baziqinise ngeyabo imilomo nangezabo intando ekuhleni pambi kwe-Kerike [bati nabo babáptizwa besebekúlile, bazihlaziye izitembiso zabo;] baze bonke batembise, ukuba bayakuti ngamaxesha onke ngofefe luka-Tixo, balinge ukuzigcina nokuzenza zonke ezozinto bazivumileyo ngokwabo.

[Okunye i-Ntshayelelo ekwi-pepa la-278.]

¶ *Ababuze u-Bishop, ati,*

NINA nilapa nje, [Wena ulapa nje.] pambi ko-Tixo nalentlanganiso, niyasihlaziya [uyasihlaziya] na esositembiso nesifungo esikulu esibesebenziwe [egameni]

fenu (lako)] eku-Báptizwani kwenu [kwako]; niya-siqinisa na nina ngokwenu, [uyasiqinisa na wena ngokwako], nivuma [uvuma] ukuba nimelwe [umelwe] kukukólwa zizo, nokuzenza, zonke ezozinto zatenjiswa ngoko [ngaba-Meli benu (bako)] ?

¶ *Bati bonke ngabanye bapendule ngokuvakalayo, bati,*
Ndiyasihlaziya.

U-Bishop.

UNCEDO lwetu luse-Gameni le-Nkosi;

Abantu. U-Menzi wezulu nomhlaba.

U-Bishop. Malidunyiswe i-Gama le-Nkosi;

Abantu. Kususela koku kude kube ngunapakade.

U-Bishop. Nkosi, yipulapule imitandazo yetu.

Abantu. Sifikelele kuwe isikálo setu.

U-Bishop. Masitandaze.

TIXO Somandla Ongunapakade, obazeleyo [omzeleyo] ngokutsha aba bangabantu bako [lo ungunmtu wako] ngamanzi nango-Moya Oyingcwele, wabaxolela [wamxolela] zonke izono zabo [zake]; Bomeleze [Momeleze], siyakutandaza, ngo-Moya wako Oyingcwele u-Monwabisi, umane uzandisela kubo [kuye] intlobo ngentlobo zezipó zako : umoya wobulumko nengqondo; umoya wecebo namandla ompefumlo : umoya wokwazi noqoboko oluyinene; ubazalise [umzalise], Nkosi, ngomoya woloyiko olungcwele, kaloku nangonapakade. *Amen.*

¶ *Ati u-Bishop, beguqile bonke pambi kwake belandlana, asibeke isandla sake pezulu kventloko zabo bonke ngabanye, esiti,*

MKUSELE, Nkosi, lomntu [lomntwana] wako ngofefe lwako lwazulwini, aze ahlale engowako; umane umkúisa ngo-Moya wako Oyingcwele, ade angene ebukumkanini bako obungunapakade. *Amen.*

¶ *Ati u-Bishop,*

I-Nkosi maibe nani.

Abantu. Ibe nomoya wako.

¶ *Ati u-Bishop, beguqile abantu bonke, ahambise ngokutshi,*

Masitandaze.

BAWO wetu osezulwini, Malingewaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolele abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni. *Amen.*

Nalom-Tandazwana.

TIXO Somandla Ongunapakade, osincedayo ukuba sizivume sizenze ezonto zilungileyo zitandekayo kuwe, Tixo Omkulu; Sikutandaza ngolulamo ngenxa yababantu bako [yalomntu wako], esite (ngokulinganisa aba-Postile bako abangcwele) sababeka [sambeka] izandla zetu, size sithi ngalomqondiso sibazise [simazise] utando lwako olukulu nofefe lwako ngakubo [ngakuye]. Siyakutandaza, Bawo, ukuba masithi isandla sako sihlale sibakúsela [simkúsela]; ati u-Moya wako Oyingcwele abe nabo [naye] ngamaxeshana onke; uze ubakokele [umkokele] ekulazini nasekulipulapuleni i-Lizwi lako, baze bati [aze ati] ekugqibeleni bazuze [azuze] ubomi obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo. ngonapakade. *Amen.*

NKOSI Somandla, Tixo Ongunapakade, siyaku-kúnga ukuba mauzilungise, uzingewalise, uzipáte intliziyo zetu nemizimba yetu sihambe ngendlela ye-Lizwi lako, siyenze imiteto yako; size siti ngokusi-gcina kwako okunamandla silondolozwe umzimba nompefumlo kaloku nangonapakade; ngaye Oyi-Nkosi no-Msindisi wetu u-Yesu Kristu. *Amen.*

¶ *Ati u-Bishop abasikelele, esiti,*

MAKATI u-Tixo u-Somandla, u-Yise, u-Nyana, u-Moya Oyingewele, anisikelele, ahlale kuni ngonapakade. *Amen.*

¶ *Ukuze umntu abe nokuza em-Tendelekweni ongwele, makabe ngoselebekiwe izandla, ati okunye abe sele-tungele enxámele ukuzibekwa.*

[BAZALWANA, niyababona ababantu balapa, be-funa ukwamkela u-Moya Oyingewele ku-Tixo ngo-Beko lwe-Zandla ngu-Bishop. I-Nkosi yetu u-Yesu Kristu yasifundisa ukuba izipó zika-Tixo zino-kwamkelwa ngabantu ngokwenkolo nangokwenkotalo yabo. Ngoko ke i-Kerike yelizwe yenze umteto wokokuba abo bafuna ukubekwa izandla mababe nako ukuteta i-Ngxelo yo-Kólo, nom-Tandazo we-Nkosi, nemi-Teto elishumi, babe nako nokupendula imibuzo esencwadini yom-Buzo ye-Kerike. Ngoko ke kufanelekile kubantwana abanako ukwahlula izinto ezilungileyo kwezingalunganga, nakanjalo kubantu ababáptizwa sebedadala, ukuba baziqonde kakuhle ezonto u-Tixo azilindele ukuba zenziwe ngabo bonke abantu bake ababáptizweyo, kóna ukuze babe nako ukuxela e-Bandla ngamazwi nangen-tliziyo zabo, nokuzingisa kuzo ngoncedo luka-Tixo.]

UMMISELO

WOKWENZIWA KOM-TSHATO.

¶ *Amagama abo bonke abazakutshata makabizwe ku-gala ngezeshá le-Nkonzo e-Ngcwele [um-Tendeleko] pambi kokufundwa kwe-Zahlukwana zo-Nikelo. Ukuba akukó Nkonzo ya-Kusasa makabizwe kwi-Nkonzo yango-Kuhlwa emva kwesi-Fundo sesibini; ati u-Mfundisi,*

NDIVAKALISA isi-Shumayelo som-Tshato pakati ko—wase—no—wase—. Ukuba kukó kuni onesizatu asaziyo sokokuba ababantu babini abafanelwe kukumanywa ngomtshato ongwele, makasixele. Eli lixeshá lokuqala [lesibini, lesitatu] lokushumayela.

¶ *Ukuba abantu abatshatayo abahlali ndaweninye, isi-Shumayelo siyakuvakaliswa ezindaweni zombini; woti u-Mfundisi angabi nakubatshatisa, engekafu-mani incwadi ku-Mfundisi wenye indawo, yokuxela ukuba isi-Shumayelo sivakaliswe nguye katatu.*

¶ *Ngezeshá elimiselwe um-Tshato, abantu abatshatayo bayakungena e-Kerikeni benezihlobo zabo, beme kóna ndawonye pambi kwe-Chancel, indoda ingcsekunene, inkazana ingasekohlo, aze aqale um-Priste ati,*

BATANDWA, sihlangele apa pambi ko-Tixo, nale-ntlanganiso, ukuze simanye lendoda nalenkaza ngom-Tshato ongwele, oyintlalo ebekekileyo,

eyadalwa ngu-Tixo oko bekungekabikó sono, ezekelisa ukumanywa kuka-Kristu ne-Kerike yake; awati u-Kristu ngokwake wayizukisa ngokubakó kwake nango-mqondiso wake wokuqala awawenzayo e-Kana yase-Galili; inconywa nokunconywa ngu-Paulos Ongwele, oté yinto enokubekwa ngabantu bonke: ke ngoko ayinakufumana ingenwe ngokungaqondi, nangokufeketa, nangobutshijolo, ngenxa yokukólisa inkano zenyama ngokwezilo ezingenangqondo; mayingenwe ngabantu ngentlonelo, ngentelekelelo, ngengqiqo, ngobuncátu, nangokumoyika u-Tixo, sizitelekelela indawo owabute um-Tshato wamiselwa zona.

Kuqala, wamiselwa ukuzalwa kwabantwana, abayakukúliswa bafundiswe ukuyoyika i-Nkosi, kuze kubongwe i-Gama layo elingwele.

Okwesibini, wamiselwa ngenxa yesono, ukuze abantu bacáse ubufuletyo; bati abangenakuzeyisa batshate, bahlale bengamalungu angadyobekileyo omzimba ka-Kristu.

Okwesitatu, wamiselwa ngenxa yobukólwane, noncedo, notutuzelo abangapátana ngalo bobabini ngesha lokonwaba nangexesha lobunzima. Kekaloku ababantu babini bazele ukuba bamanywe kulontlalo ingwele. Ngako oko ukuba kukó onokuxela isizatu esisiso sokokuba ababantu abafanele kumanywa, makasixele ngoku, ati ukuba akenjenjalo, ahlale ati-tu, angabi sateta nto.

¶ *Abékise kwababantu batshatayo, ati,*

NDIYANIYALA nobabini, njengokuba niyakupe-ndula ngomhla owoyikekayo womgwebo, xeshikweni imfihlelo zentliziyo zonke ziyakutyilwa, ukuba kukó kuni nobabini osaziyo isizatu sokuba anifanele kumanywa ngomtshato, makasixele kaloku nje. Ngokuba yazini lento, okokuba bonke abatshata

ngapandle kokuvunyelwe li-Lizwi lika-Tixo, abamanywe ngu-Tixo, nokutshata kwabo akulungelelene namteto.

¶ *Ngomhla wom-Tshato, ukuba kukó onginayo ukuba kukó isizatu sokuba mabangatshati ngokomteto ka-Tixo, nokuba ngokomteto welizwe; ati yena kunye nabammelayo, abeke ixabiso lendleko yabantu ayakulirola, ukuba asiyiyo inyaniso into ayitelayo, woti um-Tshato umiswe, ide ipicotwe lonto ukuba iyinyaniso na.*

¶ *Ukuba akukó uzela sizatu sokuba mabangatshati, u-Mfundisi uyakuhambisa ati endodeni,*

N. Uyayitabata na lenkazana ukuba ibe ngumfazi wako, ukuze nihlale nobabini ngokomteto ka-Tixo entlalweni engwele yom-Tshato? Uyakuyitanda na, uyonwabise, uyibeke, uyigcine nxa ingapilanga nanxa ipilileyo, uti uwayeka onke amanye, uhlale nayo yodwa lonke ixesha eniyakudla ubomi ngalo nobabini?

¶ *Iti indoda ukupendula,*

Ndenjenjalo.

¶ *Andule u-Mfundisi abuze kwinkazana, esiti,*

N. Uyayivuma na lendoda ukuba ibe yindoda yako, ukuze nihlale nobabini ngokomteto ka-Tixo entlalweni engwele yom-Tshato? Uyakuyipulapula na, uyikonze, uyitande, uyibeke, uyigcine nxa ingapilanga nanxa ipilileyo, uti uwayeka onke amanye, uhlale nayo yodwa lonke ixesha eniyakudla ubomi ngalo nobabini?

¶ *Iti inkazana ukupendula,*
Ndiyayivuma.

¶ *Ati u-Mfundisi,*

Lendoda iyinikwa ngubani lenkazana ?

¶ *Boti banikelane inyaniso ngoluhlobo.*

Ati u-Mfundisi eyitabatile i-Nkazana ezandleni zikayise nokuba zezomhlobo wayo, ayise e-Ndodeni, abambise isandla sokunene se-Nkazana ngesokunene se-Ndoda, iti yona itete emva kwake iti,

M*N*A *N.* ndiyakutabata wena *N.* ukuba ube ngumfazi wam endimtshatileyo, ukuba ndibe nawe ndikugcine namhla nangexesha lonke elizayo, ngexesha lokonwaba nangexesha lobunzima, ngexesha lokwanela nangexesha lokuswela, nxa ungapilanga nanxa upilileyo, ndikutande ndikondle ngokomteto ongwele ka-Tixo, side sahlulwe kukufa; ngoko ke ndikunikela inyaniso yam.

¶ *Bayekane ke izandla; iti i-Nkazana ngesandla saye sokunene ibambe esokunene se-Ndoda, itete nayo emva ko-Mfundisi, iti,*

M*N*A *N.* ndiyakutabata wena *N.*, ukuba ube yindoda yam endiyitshatileyo, ukuba ndibe nawe ndikugcine namhla nangexesha lonke elizayo, ngexesha lokonwaba nangexesha lobunzima, ngexesha lokwanela nangexesha lokuswela, nxa ungapilanga nanxa upilileyo, ndikutande, ndikondle, ndikupulapule, ngokomteto ongwele ka-Tixo, side sahlulwe kukufa; ngoko ke ndikunikela inyaniso yam.

¶ *Babuye bayekane izandla; iti i-Ndoda iyinike i-Nkazana um-Sesane, iwubeke pezu kwencwadi kunye*

nemali yokutshatisa. Ati um-Priste awutabate um-Sesane, awunikele i-Ndoda, iti yona iwufake emweni wesine wesandla sokohlo se-Nkazana. Iti, iwubambile kōna, itete emva kom-Priste, iti,

N*GA*WO lom-Sesane ndiyakutshata ukuba ube ngumfazi wam, nditi ngomzimba wam ndikubeke, ndikwenze umnikazi-mpahla yam yonke: e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingwele. Amen.

¶ *I-Ndoda mayiwushiyi apo um-Sesane emweni wesine wesandla sokohlo se-Nkazana; baze baguqe bobabini, at' u-Mfundisi,*

Masitandaze.

T*I*XO Ongunapakade, Mdali no-Mlondolozu wabo bonke abantu, Mniki walo lonke ufele lomoya, Mbangi yobomi bapakade; Yitobe intsikelelo yako pezu kwababantu, lendoda nalenkazana, sibasikelelayo e-Gameni lako; ukuze kuti, njengokuba u-Isake no-Rebeka bahlala betandana begcinana, bati kanjalo nababantu, basiqinise ukusenza nokusigcina isifungo nesibambiso abanikelene ngaso (esinqinelweyo ngulom-Sesane onikiweyo wamkelwa), bahlale bobabini ngotando nangoxolo oluzalisekileyo, bahambe ngendlela yemiteto yako; agaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *Aze um-Priste ahlanganise izandla zabo zokunene, ati,*
Abamanywe ngu-Tixo mabangahlukaniswa mntu.

¶ *Atete u-Mfundisi ebantwini, ati,*

N*GEN*XA yokuba u-*N.* no-*N.* bevumelene ngom-Tshato ongwele, bakunqinela oko pambi ko-Tixo nalentlanganiso, banikelana inyaniso yabo,

bakubonisa oko ngokunikela nangokwamkela um-Sesane, nangokubambana ngezandla; ndiyashumayela ukuba bayi-Ndoda no-Mfazi, e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingewe. Amen.

¶ *Ahambise u-Mfundisi nge-Lizwi loku-Sikelela, esiti,*

U-TIXO u-Yise, u-Tixo u-Nyana, u-Tixo u-Moya Oyingewe, makanisikelele, anilondoloze, anigcine; i-Nkosi mayinipáte ngeceba, inikangele ngobubele; inikòlise ngawo onke amatamsanqa omoya nangofefe lwayo, ize intlalo yenu nobabini ilunge kobubomi bukòyo, ukuze ningene ebomini bapakade. Amen.

¶ *Kutetwe okunye kuculwe le-Ndumiso, u-Mfundisi esiya e-Tafileni ye-Nkosi.*

I-Ndumiso cxxviii.

HAYI inyweba yabo bonke abayoyikayo I-NKOSI: abahambayo ngendlela zayo!

Umsebenzi wezandla zako inene uyakuwudla: uyakuba nenyweba wena, kulunge kuwe.

Umfazi wako woba njengo-mdiliya oqámayo: endlwini yako ngapakati;

Abantwana bako babe njengezitòle zomnquma: ngenxa zonke e-tafileni yako.

Yabona, unjalo ukusikelelwa: umntu oyoyikayo I-NKOSI.

I-NKOSI mayikusikelele ise-Tsiyon: uyibone i-Yerusalem inenyweba yonke imihla yobomi bako;

Ubone abantwana babantwana bako: Malube luxolo ku-Sirayeli.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyingewe;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

Okunye le-Ndumiso.

I-Ndumiso lxvii.

NGAMANA u-Tixo wasibabala inceba, wasisikelela: wasibonisa ukukánya kobuso bake.

Ukuze indlela yako yaziwe emhlabeni: usindiso lwako ezintlangueni zonke.

Izizwe mazikubulele, Tixo: zonke izizwe mazikubulele.

Intlanga mazivuye zimemelele: ngokuba uyakuzigweba izizwe ngokute-tye, uzilaula intlanga ezisemhlabeni.

Izizwe mazikubulele, Tixo: zonke izizwe mazikubulele.

Umhlaba uyivelisile indyebo yawo: u-Tixo, u-Tixo wetu, uyakusisikelela.

U-Tixo uyakusisikelela: zaziyakuti zonke izipèlo zomhlaba zimoyike.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyingewe;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Ati um-Priste, yakuba igqityiwe i-Ndumiso, i-Ndoda ne-Nkazana beguqile pambi kwe-Tafile ye-Nkosi, emi yena ngase-Tafileni, ebèke kubo, ati,*

Tafu, Nkosi.

Impendulo. Tafu, Kristu.

Um-Fundisi. Tafu, Nkosi.

BAWO wetu osezulwini. Malingcwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipè namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni. Amen.

Um-Fundisi. Nkosi, sindisa isicaka sako nesicakazana sako ;

Abantu. Ezitembela kuwe.

Um-Fundisi. Nkosi, zitumele uncedo oluvela kwi-ngewele yako ;

Abantu. Uzikúsele ngamaxesha onke.

Um-Fundisi. Yiba yinqaba yazo yamandla ;

Abantu. Ezintshabeni zazo.

Um-Fundisi. Nkosi, wupulapule umtandazo wetu.

Abantu. Sifikelele kuwe isikálo setu.

Um-Fundisi.

TIXO ka-Abraham, Tixo ka-Isake, Tixo ka-Yakobi, basikelele ababantu bako, uyihwaye ezintliziyweni zabo imbewu yobomi obungunapakade ; ukuze bati konke abakufundayo e-Lizwini lako elingwele, bakwenze ngokukúteleyo. Bakangele ngetaŕu, Nkosi usezulwini, ubasikelele. Uti njengokuba wabatobelayo u-Abraham no-Sara intsikelelo, uzisikelele ezizicaka zako nazo ; zize ziti ziyenza intando yako, zikúselwa nguwe, zihlale elutandweni lwako bude bupéle ubomi bazo ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Lomtandazwana ulandelayo mawungatetwa ukuba i-Nkazana iselindala ingasenakuzala.*

NKOSI enetaŕu, Bawo wasezulwini, ekungesipó sobubele bako lwandiswayo uluntu ; Siyakutandaza ukuba ubancede ababantu bobabini, baze bacúme ekuzaleni abantwana, bahlale bonwabile ngotando nangokunyaniseka, bade babone abantwana babo bekúliswa ngokulungileyo nangobu-Kristu, ukuze kuzukiswe wena ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO, owati ngamandla ako amakulu wazidala zonke izinto ngelizé ; owati (zakuba zilungisiwe ezinye izinto) wamisa okokuba umfazi azuze ukuvela kwake endodeni (eyadalwa ngemfano yako) ; wati ubamanyile wafundisa okokuba akusokuze kuvunyelwe ukuba bahlulwe obenze banye ngom-Tshato : Tixo, owayingwalisayo intlalo yom-Tshato ukuba ibe ngumqondiso olunge kangakanana, ukude uti ngawo ulinganisele ukutshata kwasezulwini nokumanywa kuka-Kristu ne-Kerike yake ; Bakangele ngetaŕu aba bazicaka zako, ize iti lendoda imtande umfazi wayo ngokwe-Lizwi lako (njengokuba u-Kristu eyitandle i-Kerike yake, wayincamela ubomi bake, eyitanda eyondla ngokungati yinyama yake), iti lenkazana iyitande indoda yayo, iyilulamele, iyikólise, iyipulapule, iti ngolulamo, ngobuncátu, nangokuzola, ifuze abafazi abangwele abalungileyo. Basikelele ke bobabini, Nkosi, ubapé ukuba babudle ilifa ubukumkani bako obungunapakade ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Atí um-Priste.*

U-TIXO u-Somandla, owati ekuqalekeni wadala u-Adam no-Eva, wabangwalisa wabamanya ngomtshato ; Manganigalele ngobutyebi bofefe lwake, aningwalise anisikelele, nize nimbólise ngemizimba nangemipefumlo yenu, nihlale nobabini ngotandano olungwele bude bupéle ubomi benu. *Amen.*

¶ *Ukuba akukó Ntshumayelo yokuxela okufanele ukwenziwa yindoda nomfazi, u-Mfundisi makufunde esisiyalo, atí.*

NINA nonke nitshatileyo, nani nicinga ukutshata, sipulapuleni isiyalo sezi-Bálo ezingwele esibékiswa kumadoda ngokupátwa kwabafazi nakubafazi ngokupátwa kwamadoda.

Uti um-Postile u-Paulos Ongewele e-Newadini yake kwabase-Efeso, kwisahluko sesihlanu, ukutetela amadoda atshatileyo; Nina madoda, batandeni abafazi benu, njengokuba naye u-Kristu wayitandayo i-Kerike, wazinikela ngenxa yayo, ukuze ayingewalise, eyihlambulule ngokuhlamba kwamanzi nge-Lizwi; ukuze ayimise pambi kwake inobuqaqauli, ingenabala, ingenambimbi, nanye into enjalo, ukuze ibe ngewele, ingabi nasipáko. Ngokunjalo afanele amadoda ukubatanda abafazi bawo, ngokungati bayimizimba yawo. Lowo umtandayo umfazi wake, uzitanda yena: kuba akukó namnye owaká wayitiya eyake inyama; usuke ayondle ayinyamekele, njengokuba nayo i-Nkosi yenjenjalo i-Kerike: ngokuba singamalungu omzimba wayo, singabenyama yayo, singabamatambo ayo. Ngenxa yoko umntu uyakumshiya uyise nonina, anamatele kuye umfazi wake, baze abo babini babe nyama nye. Lomfildelo inkulu; mna ke nditeta ndisingisele ku-Kristu, ndisingisele nakuyo i-Kerike. Ke maniti nani ngabanye elowo amtande umfazi wake, njengoko azitanda ngako. Kwa lo-Paulos Ongewele, ebálela abase-Kolose, uti kuwo onke amadoda atshatileyo, Nina madoda, batandeni abafazi benu, ningabi bukáli kubo.

Yivani nokutetwayo ngu-Petros Ongewele, um-Postile ka-Kristu, obeyindoda etshatileyo ngokwayo, kubo bonke abatshatileyo, Nina madoda, hlalani nabafazi benu ngokokwazi, nimbeka umfazi, njengesona sitya sibutataka, njengendla-mafa kunye nani zobabalo lobomi, ukuze imitandazo yenu ingatinteleki.

Niyivile ke impato afanele ukupátwa ngayo umfazi yindoda yake. Kwa ngokunjalo nani bafazi, pulapulani niyigqale impato afanele ukupátwa ngayo amadoda ngabafazi bawo, njengoko kubálwe ngokucacileyo ezi-Bálweni ezingewele.

U-Paulos Ongewele, kwa kuyo la-Newadi yake ayibálele abase-Efeso, uti, Nina bafazi, walulameleni awenu amadoda, ngokokululamela i-Nkosi. Ngokuba indoda iyintloko yomfazi lo, njengokuba naye u-Kristu eyintloko ye-Kerike le; naye ngokwake engu-Msindisi wawo umzimba. Kwa njengokuba i-Kerike ilulamela u-Kristu, mabati ngokunjalo nabafazi bawalulamele awabo amadoda entweni zonke. Uti kanjalo, Umfazi makayoyike indoda.

Ati nase-Newadini yake kwabase-Kolose u-Paulos Ongewele aninike esisiyalo sifutshane, Nina bafazi, walulameleni awenu amadoda, njengoko kubafaneleyo abase-Nkosini.

Kwa no-Petros Ongewele uyanifundisa kakuhle, esiti, Nina bafazi, watobeleni awenu amadoda, ukuze, nokuba bakó obani abangalamkeliyo i-Lizwi, bati ngehambo yabafazi, lingekó i-Lizwi, bazuzeke; bebonele ihambo yenu enyulu enoloyiko. Nina nakuhomba makungabi kokwangapandle, kokulukwa kwenwele nokunxitywa kwe-golide nokwambatwa kwengubo; makube ngumntu ofihlakeleyo wentliziyo, ovete ukungonakali, umoya onobulali, ozolileyo oxabiso likulu emehlweni ka-Tixo. Kuba babe-fudula besenjenjalo abafazi abangewele, abo babemtembile u-Tixo, ukuhomba kwabo, bewatobela awabo amadoda; njengokuba u-Sara wamlulamelayo u-Abraham, embiza ngokuti yinkosi, enaba ngabantwana bake nina, nakuba nisenza okulungileyo, ningoyiki nasinye isitúso.

¶ *Kufanelekile ukuba abantu abasand'ukutshata bawamkele um-Tendeleko ongewele ngezeshalokutshata kwabo, nokuba kungomhila okufupi emva kokutshata kwabo.*

UMMISELO

WOKUVELELWA KWABAFAYO.

¶ *Abantu abafayo mababikwe ku-Mfundisi, oyakuti akungena endlwini yofayo, ati,*

UXOLO malube kulendlu nakubo bonke abahleli kuyo.

¶ *Akufika kofayo aguqe, ati,*

UNGAZIKUMBULLI, Nkosi, izono zetu, nezono zobawo; Sinyamezele, Nkosi elungileyo, banyamezele abantu bako obakululeyo ngegazi lako elinqabileyo ungasiqumbeli ngonapakade.

Abantu. Sinyamezele, Nkosi elungileyo.

¶ *Ati u-Mfundisi,*

Masitandaze.

Taŕu, Nkosi.

Taŕu, Kristu.

Taŕu, Nkosi.

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni. Amen.

U-Mfundisi. Nkosi, msindise lomntu wako;

Abantu. Otembela kuwe.

U-Mfundisi. Mtumele uncedo oluvela kwingewele yako;

Abantu. Umkúsele ngamandla ako amaxesha onke.

U-Mfundisi. Utshaba malungabi nako ukumoyisa;

Abantu. Nokohlakeleyo makangasondeli ukumenzakalisa.

U-Mfundisi. Yiba yinqaba yake yamandla, Nkosi;

Abantu. Elutshabeni lwake.

U-Mfundisi. Nkosi, yipulapule imitandazo yetu.

Abantu. Sifikelele kuwe isikálo setu.

U-Mfundisi.

NKOSI, kangela pantsi usezulwini, mkangele umncede lomntu usisicaka [usisicakazana] sako. Mkangele ngemfesane, umonwabise, umnike itemba eliqinileyo kuwe, mkúsele kulo utshaba lwake, umgcine ahlale ngoxolo nangokonwaba; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

SIPULAPULE, Tixo Somandla, Msindisi otaŕu likulu; mncede umpáte ngobubele lomntu ugulayo. Masimngwalise, siyakukúnga, esisohlwayo sako sokuba unguyise; ukuze kuti noko apélelwa ngamandla omzimba, kukúle ukólo lwake, iti inguquko yake iqiniseke: aze ati, ukuba kuyakóleka kuwe ukumbuyisela empilweni abefudula enayo, ahlale esoyika ezukisa wena ngexesha elizayo: kungenjalo, mncede ngofefe lwako ukuba asinyamezele esisohlwayo sako, ati kwakupéla obubomi bunentlungu ahlale nawe ebomini bapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *U-Mfundisi amyale ofayo ngalamazwi, mhlambi ngamanye afana nawo.*

SITANDWA, kuqonde oku, ukuba u-Tixo u-Somandla uyi-Nkosi epéte ubomi nokufa, nento zonke zakóna, ezinjengezi: ubutsha, ukomelela, ukupila, ukwalupala, ukupélelwa ngamandla, ukugula. Ngako oko nokuba isifo sako sesanto-nina, yazi ngokuqinisekileyo ukuba esi sisohlwayo sika-Tixo esipezu kwako. Nokuba kungasizatu sinina esite satunyelwa kuwe esisifo; nokuba sesokuçikida umonde wako, ube ngumzekelo kwabanye, ukuze ukólo lwako luti ngemini ye-Nkosi luncomeke lube nodumo, kuze kwandiswe udumo nenyweba yako engunapakade; nokuba situnyelwe kuwe esisifo, ukuze sikuguqule ezintweni ezitile owone ngazo pambi ko-Yihlo wasezulwini; yazi ngokuqinisekileyo, ukuba uyaguquka ngenene ezonweni zako, usinyamezele isifo sako, utembele ebubeleni buka-Tixo, ngenxa yo-Nyana wake u-Yesu Kristu, umbulele ngenxa yesohlwayo sake ngolulamo kuba enguyihlo, uzilahlele mpela entandweni yake, siyakuti isifo esi sibe litamsanqa kuwe, sikuncede sikuhambise kweyona ndlela isinga ebomini bapakade.

¶ *Ukuba umkuhlane mkulu kakulu, u-Mfundisi angasingumlela apa isiyalo, ati ukuba akunjalo ahambise ati,*

YILULAMELE ngoko ingqeqesho ye-Nkosi: Ngokuba (njengokuba esitsho no-Paulos Ongcwele e-Ncwadini yake kuma-Hebere, kwisahluke seshumi elinesibini, ukuti) lowo imtandayo i-Nkosi iyamqeqesha, ibatyakatye ke bonke onyana ebamkelayo. Ukuba ninyamezela uqeqesho, u-Tixo woba unipéte njengonyana; kuba nguwupina unyana ongaqeqeshwayo nguyise? Ukuba ke aniqeqeshwa, abate baba

ngamadlelane ngalo bonke, noba nina niyimigqakwe ngoko, aningonyana. Kananjalo sibe sinabo obawo benyama okunene besiqeqesha, sabahlonela; asiyikuti ngakumbi na sitobele u-Yise womoya bonke, sidle ubomi? Kuba bona okunene basiqeqesha imihla embalwa ngokokuzitandela kwabo, kodwa yena usiqeqeshela okusilungeleyo, ukuze sahlulelane ngobungwele bake. Lamazwi ke, mzalwana, abálwe ezi-Bálweni ezingwele, ukuze abe nokusonwabisa nokusifundisa; ukuze siti ngokuzitoba nangokubulela sisinyamezele isohlwayo sika-Bawo wetu wasezulwini, manxa atandayo ngobubele bake obukulu ukusohlwaya ngembandezelo etile. Ingaba sisonwabiso esikulu kuma-Kristu onke sokuba amfuze u-Kristu, ati njengaye anyamezele ubunzima, ne-nkatazo, nezifo. Ngokuba naye ngokwake akanyukelanga enywebeni, engevanga buhlungu; akangena-nga ebuqaqaulini bake, engekabulawa ngokubetelelwa emnqamlezweni. Ngako oko ukuba ubunzima apa ndawonye no-Kristu kuyindlela yokunyukela enywebeni yake engunapakade; nokufa ngovuyo ndawonye no-Kristu kulisango lokungena ebomini obungapéliyo; size sibuye sivuke ekufeni, sihlale naye ebomini obungunapakade. Ngako oko nditi, sinyamezele esisifo sako, soti kanti sibe litamsanqa kuwe; ndikuyala nge-Gama lika-Tixo ukuba usikumbule isifungo owabusenzile eku-Báptizweni kwako. Nangenxa yokuba emva kobubomi kuyakupendulwa ku-Mgwebi olungisayo, ku-Mgwebi wabantu bonke, ongayikukéta mntu, ndikuyala ukuba mausicikide isimilo sako nentlalo yako, obuhleli ngayo pambi ko-Tixo nabantu; ukuze ngokuzibeka ityala, nango-kuzigweba ngazo izipóso zako, ufumane itafu ku-Bawo wetu wasezulwini ngenxa ka-Kristu; uze ungabekwa tyala, ungagwetywa ngalomini yoyikekayo yomgwebo. Ndoti ngoko nditete i-Ngxelo yo-Kólo lwetu, ukuze

uqonde ukuba uyakólwa na koko um-Kristu afanele ukukólwa kuko.

¶ *U-Mfundisi atete i-Ngxelo yo-Kólo, atí,*

UYAKOLWA na ku-Tixo u-Yise u-Somandla, u-Mdali wezulu nomhlaba ?

Naku-Yesu Kristu okupéla ko-Nyana wake i-Nkosi yetu ? Nokuba wakáulwa ngo-Moya Oyingewele; wazalwa yi-Ntombi u-Mariya; nokuba weva ubunzima ngo-Pontiyus Pilato, wabetelelwa emnqamlezweni, wafa, wancwátywa; nokuba wehlela kwelabafileyo; wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu; nokuba wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunene kuka-Tixo u-Yise u-Somandla; nokokuba uyakubuya evela kóna agwebe abahleliyo nabafileyo ?

Uyakólwa na ku-Moya Oyingewele; nayi-Kerike engewele eyi-Katolika; nabubudlelane babangewele; nakukuxolelwa kwezono; nakukuvuka komzimba ekufeni, nabubomi bapakade emva kokufa ?

¶ *Umntu ofayo apendule atí,*

Konke oku ndiqinisile ukukólwa kuko.

¶ *Woza u-Mfundisi amcikide ukuba uyagukuga ngokwenyaniso na ezonweni zake, nokuba uhleli ngotandano nabo bonke abantu; amyale ngokutí makabaxolele ngentliziyo yake yonke bonke abamonileyo; ati ukuba kubó abonirwe nguye abacele uxolo; ati ukuba kukó amenzakalisileyo umhlawumbi wamonakalisela ambuyisele ngangoko anako. Ukuba akakawenzi umyolelo wempahla zake, makayalezwe ukuba awenze, awaxele namatyala ake akwabanye abantu, nawabanye abantu akuye, ukuze konwatyiswe intliziyo yake ngakubo abanye, nezabanye ngakuye. Kodwa abantu mabahlale bekunjuzwa, ukuba bafanele ukwenza umyolelo wabo, besahleli besapihle.*

¶ *Lamazwi andulelayo angatetwa ngu-Mfundisi, ngokubona kwake, engekawuqali umtandazo.*

¶ *U-Mfundisi makangalibali ukubayala abafayo abanako, ukuba babe nesisa kumahlwempu.*

¶ *Apa ke umntu ofayo makayahwe ukuba azixele izono zake, ukuba kukó indawo ezinzima ezinxálisileyo. Ati akwenjenjalo, um-Priste amkúlule ezonweni zake (ukuba ukunxámele ngolulamo nangentliziyo yake yonke) atí,*

INKOSI yetu u-Yesu Kristu, eyayinika i-Kerike yayo igunya lokubakúlula bonke aboni abaguqukayo ezonweni zabo ngokwenyaniso bekólwa kuyo, mayiti ngofefe lwayo olukulu ikuxolele izono zako: Ngegunya ke endilinkwe nguye, ndiyakukúlula ezonweni zako zonke, nge-Gama lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingewele. Amen.

¶ *Um-Priste atete lom-Tandazwana.*

Masitandaze.

TIXO Otaru likulu, oti ngezibele zako ezininzi uzixolele izono zabo bonke abaguqukayo ngokwenyaniso, ungabi sazikumbula; Mkangele ngetaru lako lomntu wako, onqwenela ukuxolelwa nguwe ngentliziyo yake yonke. Kuhlaziye kuye, Wena Bawo olutando lukulu, konke okonakalisiweyo ngamamenemene nolunya luka-Satana, ngokuziyekelela nangobutataka bake; mgcine umlondolozwe esifa nje, ahlale elilungu le-Kerike yako; kukangele ukuhlabeka kwake, uzamkele inyembezi zake, udambise ubuhlungu bake, ngoko ubonayo ukuba kungamlungela. Nasekubeni etembé ufefe lwako lodwa, ungabi sazikumbula izono zake zakudala, umomeleze ngo-Moya wako; uti kwakutandeka kuwe

ukumsusa apa, umtabatele enywebeni yako, ngayo infaneleko yo-Nyana wako otandiweyo kunene, u Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *U-Mfundisi atete le-Ndumiso.*

I-Ndumiso lxxi.

NDIZIMELA ngawe, NKOSI, mandingaze ndidani-swe: ndihlangule ngobulungisa bako, undisize; nditobebe indlebe yako, undisindise.

Yiba liliwa elilikáya kum, ndingene kulo ngamaxesha onke: uté mandisindiswe, kuba uligwiba lam nqaba yam.

Tixo wam, ndihlangule esandleni songendawo: esandleni sondipéte ngobumenemene, engenalusizi.

Ngokuba nguwe itemba lam: yi-NKOSI u-Tixo otenjwe ndim kwasebuncinaneni bam.

Ndixáswe nguwe kwasekuveleni kwam: waba ngumncedi wam kwasekuzalweni kwam; indumiso yam ingawe ngamaxesha onke.

Ndinjengesimanga kwabaninzi: ke wena ulihlati lam elinqabileyo.

Umlomo wam uyakuzaliswa yindumiso yako: ndikubonge imini yonke.

Ungandilahli ngexesha lokwalupala: ungandishiyi akupéla amandla am.

Ngokuba ziteta ngam intshaba zam, nabalalala ubomi bam bayacebisana, besiti: U-Tixo umlahlile, msukeleni nimbambe, ngokuba akukó uhlangulayo.

Tixo, zungabi kude kum: Tixo wam, káuleza undincede.

Mabadane batshabalale abawucásayo umpefumlo wam: mabagqitywe yingcikivo nehlozo abanga bangandenzakalisa.

Ke mna, ndiyakuhlala ndinetemba: ndongeze endumisweni yako yonke.

Umlomo wam uyakubalisa ngemisebenzi yobulungisa bako neyosindiso lwako imini yonke: ngokuba ndingawazi amanani ayo.

Ndiyakuza ndibonga imisebenzi enamandla ye-NKOSI u-Tixo: ndiyakukankanya ubulungisa bako, bako wedwa.

Tixo, undifundisile kwasebuncinaneni bam: unangoku ndihlala ndiyixela imisebenzi yako ebalulekileyo.

Zungandishiyi, Tixo, ndakuba ndilixego ndinezimvi: ndide ndizixele izenzo zengalo yako kwisizukulwana esizayo, namandla ako kubo bonke abayakuvela.

Tixo, ubulungisa bako buye bafika pezulu ezulwini: wena uzenzayo into ezinkulu, Tixo, ngubanina onjengawe?

Udumo ku-Yise. naku-Nyana: naku-Moya Oyingcwele;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Ahambise atí,*

WENA, Msindisi womhlaba, owasikúlula ngom-Nqamlezo wako nange-Gazi lako elinqabileyo, Sisindise, Nkosi, usincede, siyakutandaza.

¶ *Atí u-Mfundisi,*

I-NKOSI u-Somandla, i-Nqaba eqinileyo yabo bonke abatembela kuye, eziti zonke izinto ezisezulwini, nezisemhlabeni, nezingapantsi komhlaba, zitobebe kuyo ziyipulapule, mayibe ngumlondolozu wako kaloku nangamaxesha onke; akwazise entliziyweni ukuba akukó gama limbi pantsi kwezulu linikiweyo kubantu, ongati ngalo uzuze ukupila nosindiso, ngapandle kwe-Gama le-Nkosi yetu u-Yesu Kristu. Amen.

XOSA PR.

L

¶ *Ati emwa koko,*

SIYAKUNIKELA ebubeleni buka-Tixo naseku-geineni kwake. I-NKOSI mayikusikelele, ikulondolozela. I-NKOSI mayikukanyisele ngobuso bayo, ikupâte ngenceba. I-NKOSI mayikupakamisele ubuso bayo, ikupé uxolo, kaloku nangonapakade. *Amen.*

Umtandazo wokutandazela umntwana ofayo.

TIXO Somandla, Bawo onetafu, ekuvela kuwe ubomi nokufa; Siyakukunga ngolulamo ukuba maumkangele ngetafu lomntwana uleleyo kukufa; Mvelele, Nkosi, umsindise; mkulule kubuhlungu bomzimba wake ngexesha elingabonwa nguwe, uwasindise umpefumlo wake ngenxa yetafu lako. Aze ati, ukuba utandile ukuyolula imihla yake emhlabeni apa, ahlale engumntwana wako, akudumise ngokukukonza ngenyaniso, nangokunceda abantu esahleli; kungenjalo, umamkelele ezulwini apo imipefumlo yabaleleyo e-Nkosini u-Yesu iluvayo uxolo noyolo olungunapakade. Sipé oku, Nkosi, ngenxa yetafu lako, kwa ngaye u-Nyana wako u-Yesu Kristu, ohleli elaula ndawonye nawe no-Moya Oyingwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

Umtandazo wokutandazela umntu ofayo nza kungasekô temba lokuba angapila.

BAWO Sobubele, Tixo ongu-Mtutuzeli, okupêla ko-Mncedi wetu sakuxakeka; Sizipôsa pambi kwako size kutandazela lomntu wako, opêtwe sisandla sako ngesifo esinzima. Mpâte ngenceba, Nkosi; uti okukôna wonakalayo umzimba wake, uwomeleze kube kukôna umpefumlo wake ngofefe lwako nango-Moya wako Oyingwele. Mpé inguquko eyinine kuzo

zonke izipôso zake ezigqitileyo, uluqinise ukôlo lwake oluku-Yesu u-Nyana wako; zize izono zake zicinywe ngetafu lako, kuqiniseke ukuxolelwa kwake ezulwini, engekemki apa, angabi sabikô. Siyazi, Nkosi, ukuba akukô nto ikunqabeleyo; nokuba unokuti ukuba uyatanda, ubuye umvuse, ulolule ixesha lokuhlala kwake pakati kwetu: kodwa ngenxa yokuba ixesha lokumka kwake ngati liselikufupi, mlungiselele, siyakukunga, abe ehleli elungele ukufa, aze ati akumka, emke exolelwe etandwa nguwe, nompefumlo wake ungeniswe ebukumkanini bako obungunapakade, ngemfaneleko nokusitetelela kuka-Yesu Kristu, okupêla ko-Nyana wako, i-Nkosi no-Msindisi wetu. *Amen.*

Umtandazo wokumyalezela ezandleni zika-Tixo umntu nza abubayo.

TIXO Somandla, ihleli kuwe ifezekisiwe imipefumlo yamalungisa, yakukululwa ezimbandeze-lweni zomhlaba; Siyawunikela umpefumlo walomntu wako umzalwana [umzalwanekazi] wetu, Wena Mdali otembekileyo, no-Msindisi otafu likulu; sikukunga ngolulamo ukuba ube yinto etandekayo kuwe. Wuhlambulule, siyakutandaza, ngegazi le-Mvana emsulwa, eyabulawa ukuba izisuse izono zomhlaba; ukuze kuhlanjululwe konke ukuncôla okusulelweyo ngulomhlaba ugendawo, ngenkanuko zomzimba, nangamaqinga ka-Satana; uze wona unikelwe kuwe umsulwa ungenasipako. Usifundise tina sisahleliyo siqonde ngokufa oku ukuba kusemgcipekweni ukupila kwetu; sikwazi ukuyibala imihla yetu ukuba sizibekise intliziyo zetu ebulumkweni basezulwini obuyakusingenisa ebomini obungunapakade, ngemfaneleko ka-Yesu Kristu, okupêla ko-Nyana wako, i-Nkosi yetu. *Amen.*

Umtandazo wokutandazela abakatazwa zizazela nesitukutezi entliziyweni.

NKOSI encomekayo, Bawo Sobubele, Tixo wotutuzelo lonke; Siyakukúnga ukuba umkangele ngosizi nangenceba lomntu wako ubandezelekileyo. Umelwe zizinto ezibuhlungu kakulu, wabuyisela pezu kwake izono zake zakudala; ingqumbo yako inzima pezu kwake, umpefumlo wake uxakekile kunene: Kodwa wena, Tixo onobubele, olibálileyo i-Lizwilako elingwele ukuba lisifundise, size siti ngonyamezelo nangokuvuselelwa zizi-Bálo ezingwele, sibe nalo itemba; uz'umpé ukuba aziqonde ngokwake into ayiyo, aziqonde izitembiso nezisongelo zako; aze angalilahli itemba lake elikuwe, angalibeki ndaweni yimbi. Momeleze ezilingweni zake zonke, zipilise zonke izifo zake. Ingcongolo evikivekileyo ungayishunquli, nomsonto oqúmayo unyawucimi. Ungazivingceli izibele zako ngengqumbo, kodwa umvise imihlali nemivuyo, aze agcobe amatambo owatyumzileyo. Mkúlule ekoyikeni utshaba lwake, umpakamisele ukukánya kobuso bako, umpé uxolo, ngemfaneleko nokusit telela kuka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

UKWAMKELWA

KOM-TENDELEKO NGABAFAYO.

¶ *Ngenxa yokuba bonke abantu bangati ngamanye amazesha babáqwe zingozi nezifo nemikuhlane, bengenkulazi nexesha abayakumka ngalo emhlabeni apa: ngako oko ukuze bahlale bekulungisele ukufa, akutanda ukubabiza u-Tixo u-Somandla, aba-Fundisi mabahlale bebayala abantu babo (ngokukodwa ngamaxesha ezifo ezisulelayo) ukuba bawamkele futhi um-Tendeleko ongwele wom-Zimba ne-Gazi lo-Msindisi wetu u-Kristu xa usenzelwa e-Kerikeni, ukuze bati ngokwenjenjalo, bangabi nasitukutezi ngokungabikó kwawo, bakuhlelwa yinto enjalo. Kekaloku ukuba umntu ofayo akanakuza e-Kerikeni, kodwa enqwenela ukunga angawamkela endlwini yake, makamazise u-Mfundisi, azele ukuba bangapina abayakuwamkela ndawonye naye (babe batatu, okunye babe babini, ubuncinane), ati, yakuba ilungiswe indawo nezinto zonke ezifunekayo endlwini yofayo, ukuze u-Mfundisi abe nokwenza inkonzo ngokufanelekileyo, makawenzele kóna um-Tendeleko ongwele, egala ngalom-Tandazwana, ne-Ncwadana, ne-Vangeli.*

Um-Tandazwana.

TIXO Somandla, Ongunapakade, Mdali wabantu bonke, obalulekayo abatandwa nguwe, ubohlwaye abo ubamkelayo; Siyakukúnga ukuba ube

netafu kulomntu wako upétwe sisandla sako, umenze ukuba asamkele isifo sake ngokusinyamezela, ade azeze ukupila komzimba (ukuba kuyintando yako;) uz' uti wakwahlukana nomzimba umpefumlo wake, unikelwe kuwe umsulwa ungenabala; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

I-Ncwadana. Kuma-Hebere xii. 5.

NYANA wam, mus' ukukucekisa ukuqeqesha kwe-Nkosi, kanaanjalo ungatyafi wakohlwaywa yiyo. Kuba lowo imtandayo i-Nkosi iyamqeqesha, ibatyakatyke ke bonke onyana ebamkelayo.

I-Vangeli. U-Yohane Ongcwele v. 24.

INENE, inene nditi kuni, Lowo ulivayo ilizwi lam, akólwe ngulowo wanditumayo, unobomi obungunapakade, akezi ekugwetyweni, upume ekufeni, wangenena ebomini.

¶ *Ati um-Priste emva koku awenze um-Tendeleko ongcwele ngokubáliweyo emmiselweni warwo, egala kumazwi ati [Nina niguqukayo ezonweni zenu ngenyaniso, etc.].*

¶ *Ngezsha lokwabwa kwe-Sakramente engcwele um-Priste uyakwamkela kugala um-Tendeleko, andul' ukunikela abadlana nofayo, ati ukugqibela anikele kofayo.*

¶ *Ukuba umntu ngenxa yobukulu bomkuhlane, mhlambi ngokuba u-Mfundisi engabikelwanga ngezsha elifanelekileyo, mhlambi ngokuswela abanye abayakwamkela naye, nokuba utintelwe sesinye isizatu esanelisayo, ukuze akóhlwe kuyamkela i-Sakramente yom-Zimba ne-Gazi lika-Kristu, u-Mfundisi uyakumqondisa ngokuti ukuba uyaguquka ngenyaniso*

ezonweni zake, akólwe ukuba u-Yesu Kristu wamfela emngamlezweni, wamkúlula ngokupalala kwe-Gazi lake, awakumbule amatamsanga awazuzileyo ngako, embulela ngentliziyo yake yonke. uyawudla um-Zimba alisele ne-Gazi lo-Mkúluli wetu u-Kristu, kube kukupiliswa kompefumlo wake, noko engayidlanga i-Sakramente ngomlomo wake.

¶ *Xa umntu ofayo amkela um-Tendeleko ongcwele xesha nye nokuwelelwa kwake, ayiyikutetwa i-Ndumiso eti [Ndizimela ngawe, NKOSI, etc.]; wosuka um-Priste ahambise ngokuwenza um-Tendeleko.*

¶ *Ngexesha lezifo ezisulelayo, nxa bengavumi abanye ukuza kuwamkela um-Tendeleko ngokoyika ukusulelwa, nxa acelayo umntu ofayo, u-Mfundisi angadlana naye yena yedwa.*

¶ *Kwakungenwa e-Kerikeni kotetwa ibe nye kwezi-Ndumiso, okunye zombini.*

I-Ndumiso xxxix.

NDATI, Ndiyakuzigcina indlela zam : ndingoni ngolwimi lwam.

Ndiyakuwugcina ngokuwubopa umlomo wam : xa ongendawo asepambi kwam.

Ndaba sidenge, andateta : ndati-tu nakokulungileyo ; kwabuhlungu kum oko.

Yaba nobushushu intliziyo yam pakati kwam : ekucamangeni kwam wavuta umlilo, ndaza ndateta ngolwimi lwam ;

Ndati, NKOSI, ndazise isipelo sam, nenani lemihla yam, ukuba lingakananina : mandikwazi ukunqamka kwam into okuyiyo.

Yabona, uyenze imihla yam yangangobubanzi besandla : nobomi bam bunjengento engento pambi kwako ; ngumpunga nje bonke abantu, nakuba bemi.

Uhambahamba umntu enjengesitunzi nje kodwa, bafumana bexamleka : bafumba, bengazi ukuba ngubanina oyakukuzuza.

Ngoku ndiyakutembela kwinto-nina, NKOSI : itemba lam likuwe.

Ndihlangule kuzo zonke izigqito zam : ungandenzi into yokungeikivwa zizidenge.

Ndaba sidenge, andawuvula umlomo wam : ngokuba oko kwenziwe nguwe.

Sisuse kum isibeto sako : mna ndiyapela bubunzima besandla sako.

Wakumtetisa umntu ngezohlwayo ngenxa yobugwenxa, uyabonakalisa njengenundu ubuhle bake : ngumpunga nje kodwa bonke abantu.

Yiva umtandazo wam, NKOSI, kubekela indlebe ukuzibika kwam : ungati-tu ezinyembezi zam.

INKONZO

YOKUNCWATYWA KWABAFILEYO.

¶ *Makugqalwe ukuba le-Nkonzo ayinakwenzelwa abafe bengabaptizwanga, nabakutshiweyo e-Kerikeni, nabazibuleleyo.*

¶ *U-Mfundisi wosikulela isidumbu ekungeneni endaweni yokuncwabela, ati ehamba pambi kwaso abeke e-Kerikeni, okanye e-Newabeni, eteta okunye ecula lamazwi ati.*

NDIM uvuko, ndim ubomi, itsho i-Nkosi ; lowo ukolwayo kum, nokuba ute wafa, wodla ubomi : bonke abadla ubomi bekolwa kum abasayikufa napakade.

U-Yohane Ongewele xi. 25, 26.

NDIYAZI ukuba u-Mhlauleli wam uhleli, nokuba uyakuti ekugqibeleni eme pezu kotuli lomhlaba. Emveni kokuba ulusu lwam ludlavulwe lwanje, ingeko inyama yam, ndiyakumbona u-Tixo ; endiyakuzibonela mna ngokwam ; amehlo am ambone, ingabi wumbi.

U-Yobi xix. 25, 26, 27.

ASINGENANGA nanto emhlabeni, kuyabonakala kananjalo ukuba asinakupuma nanto. I-Nkosi yanika, i-Nkosi yatabata ; malibongwe i-Gama le-Nkosi.

1 Ku-Timoti vi. 7 ; U-Yobi i. 21.

Ngokuba ndingumpambukeli kuwe : undwendwe njengobawo bonke.

Ndinyamezele, kéndipile : ndingekemki, ndingabi sabikò.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingewe ;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

I-Ndumiso xc.

NKOSI, ulikáya letu : izizukulwana ngezizukulwana.

Kungekazalwa ntaba, ungekavelisi hlabati nazwe limiweyo : kususela kwasepakadeni kude kuse epakadeni ungu-Tixo wena.

Umbuyisela umntu elutulini : uti, Buyani, bonyana babantu.

Ngokuba iwaka leminyaka emehlweni ako linjengemini yezolo, nxa idlulayo : linjengomlindo wasebusuku.

Uyabakúkúlisha, banjengobutongo : ngengomso banjengencá ehlumayo.

Kusasa iyatyatyamba, ibuye ihlume : ngokuhlwa iyasikwa, yome.

Ngokuba siyapéla ngumsindo wako : sikwánqiswe bubushushu bako.

Ububeke ubugwenxa betu pambi kwako : nezono zetu zangasese uzibeke ekukányiseleni kobuso bako.

Ngokuba yonke imihla yetu isangene ngomsindo wako : siyipélise iminyaka yetu njengencwina.

Imihla yeminyaka yetu iseminyakeni engamashumi asixénxe ; ukuba site somelela, ibe ngamashumi asibózo : liti iqáyiya layo libe kukwapúka nenkatazo, kuba ipéla kamsinya, simke singabi sabikò.

Ngubanina owaziyo amandla omsindo wako nobufalarume bako : ngoko ufanele ukoyikwa ngako ?

Sazise kanye ukuyibala imihla yetu : ukuze sizuze intliziyo elumkileyo.

Buya, NKOSI, koda kube ninina : uzohlwaye ngenxa yabakonzi bako.

Sikòlise kwakusasa ngenceba yako : simemelele sivuye yonke imihla yetu.

Sivuyise ngokwemihla owasicinezela ngayo : ngokweminyaka esabona ububi ngayo.

Mayibonakale kubakonzi bako imisebenzi yako : nobungangamsha bako kubantwana babo.

Ububele be-NKOSI u-Tixo wetu mabube pezu kwetu : zimasa, Tixo, izenzo zezandla zetu pezu kwetu, izenzo zezandla zetu uzizimase zona.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingewe ;

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla ; kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Kufundwe isi-Fundo esitatyatwe kwi-Sahluko seshumi elinantanu seyokuqala i-Ncwadi ka-Paulos Ongcwele kwabase-Korinte.*

1 Kwabase-Korinte xv. 20.

U-KRISTU yena kunje uvukile kwabafileyo, waba yintlahlela yabalele ukufa. Kuba ekubeni kaloko kungomntu ukufa, kukwangomntu ukuvuka kwabafileyo. Kuba njengokuba kuye u-Adam bafa bonke, ngokunjalo nakuye u-Kristu bayakudliswa ubomi bonke. Elowo ke kolwake uluhlu ; intlahlela ingu-Kristu, kamva abaka-Kristu ekufikeni kwake ; kwandule ke ukubakò isipélo, xa ate wabunikela ubukumkani kuye u-Tixo u-Yise, xa ate wabubángisa bonke ubulauli nalo lonke igunya namandla : kuba umelwe yena kukuti alaule, ade azibeke pantsi kwe-nyawo zake zonke intshaba. Olokugqibela utshaba

oluyakubangiswa kukufa; kuba izinto zonke wazi-tobela pantsi kwenyawo zake. Ke xa ayakuba eté, Izinto zonke zitotywe, kuyabonakala ukuba akabalwa lowo wazitobela pantsi kwake zonke izinto. Xa ke zite zatotyelwa pantsi kwake zonke izinto, uya-kwandula no-Nyana ngokwake atotyelwe pantsi kowazitobela pantsi kwake zonke izinto, ukuze u-Tixo abe zizinto zonke kubo bonke. Okanye bayakwenza nto-nina abo babaptizelwa abafileyo, ukuba abafileyo abaze bavuke? yinina ukuba babaptizelwe nokubaptizelwa abafileyo? Nati yinina ukuba sibe semgcipekweni amaxa onke? Ndisekufeni imihla ngemihla; qondani ngokuzingca kwam ngani endinako ndiku-Kristu Yesu i-Nkosi yetu. Ukuba ndite ngokwabantu ndalwa namafamncwa e-Efeso, kundinceda nto-nina? Ukuba abafileyo abavuki, masesisidla, sisela, kuba ngomso siyakufa. Musan' ukulahlekiswa. Incoko embi yonakalisa izimilo ezilungileyo. Qabukani kakuhle, ningoni: kuba inxenywe inentswela kumazi u-Tixo; nditsho kuni ukuba nidane. Wosuka ubani ati, Bati-nina ukuvuka abafileyo? beza benamzimba unjanina? Siswelikuqonda, wena, into oyihlwayelayo ayenziwa ipile, ukuba ayikanga ife; kanjalo lonto uyihlwayelayo akuhlwayeli sona isiqu sento esiyakubako, uhlwayela ukozo nje, lungati lube lolwenqolowa, nokuba lolwezinye intlobo; u-Tixo ke ulunika isiqu njengoko atandileyo; iyileyo imbewu uyinika eyaso isiqu. Yonke inyama ayinyama nye; enye yinyama yabantu, enye yinyama yenkomo, enye yeyentlanzi, enye yeyentaka. Kukó iziqu ezisezulwini, neziq ezisemhlabeni; bubodwa ubuqaqauli bezasezulwini, bubodwa obezasemhlabeni. Bubodwa ubuqaqauli belanga, bubodwa ubuqaqauli benyanga, bubodwa ubuqaqauli benkwenkwezi; kuba inkwenkwezi iyahluka kwenye inkwenkwezi ngobuqaqauli. Lunjalo

ke kanye novuko lwabafileyo. *Umzimba* uhlwayelwa unokonakala, uvuka ungenakonakala; Uhlwayelwa uswele imbeko, uvuka unobuqaqauli; Uhlwayelwa uswele amandla, uvuka unamandla; Kuhlwayelwa umzimba ongowemvelo, kuvuka umzimba ongowomoya. Kukó umzimba ongowemvelo, kukó nomzimba ongowomoya. Ngokunjalo kubaliwe kwatiwa, Owokuqala umntu u-Adam waba ngumpefumlo odla ubomi, owokugqibela u-Adam waba ngumoya odlisa ubomi. Ke akuqali okomoya, kuqala okwemvelo, kwandule ukuza okomoya. Owokuqala umntu upume emhlabeni, ungowomhlaba; owesibini umntu, i-Nkosi, upume ezulwini. Into ayiyo owomhlaba, bakwayiyo abomhlaba; kanjalo nento ayiyo osezulwini, bakwayiyo abasezulwini. Njengokuba sawambátayo umfanekiso wowomhlaba, siyakuwambáta nomfanekiso wosezulwini.

Ke bazalwana, nditsho ukuti, inyama negazi azinako ukubudla ilifa ubukumkani buka-Tixo; nokonakala akunakukudla ilifa ukungonakali. Yabonani, ndinixelela imfihlelo, Okunene asiyikulala ukufa sonke; kodwa siyakwenziwa ngakumbi sonke, ngesiqupe, ugepanyazo, ngexilongo lokugqibela. Kuba liyakulila ixilongo, bavuswe abafileyo bengenakonakala, senziwe ngakumbi ke tina. Kuba kumele oku konakalayo ukwambáta ukungonakali, noku kufayo ukwambáta ukungafi. Xa ke oku konakalayo kute kwambáta ukungonakali, noku kunokufa kute kwambáta ukungafi, liyakwandula ukwenzeka ilizwi elibáliweyo lokuti, Ukufa kufincelwe eloyisweni. Lupina, Kufa, ulwamvila lwako? lupina, Hadesi, uloyiso lwako? Ulwamvila lokufa sisono; amandla esono ngumteto. Makubulelwe ke ku-Tixo osinikayo uloyiso olo ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu. Ngoko ke, bazalwana bam abazintanda, qinani, ningabi nakushukuma, nihlale nipupuma umsebenzi we-Nkosi,

nisazi nje ukuba ukubulaleka kwenu akulambati e-Nkosini.

¶ *Koti bakufika encwābeni, nxa isidumbu silungiselelwa ukufihlwa, kuyakutetwa okunye kuculwe kutiwe :*

UMNTU ozelwe ngumfazi, imihla yobomi bake mifutshane, uzele lusizi. Uyavela, abe selenqanyulwa njengembali, emke njengesifunzi, angaké ahlahle ndaweni nye.

Sisidla ubomi sesisekufeni: singalufuna kubanina uncedo? silufuna kuwe, Nkosi, osiqumbeleyo ngokufanele izono zetu.

Uti noko, Nkosi Tixo Ongcwele, Nkosi Somandla, Msindisi Ongcwele, Otafu likulu, ungasilahleli ezintlungwini zokufa okungunapakade.

Uyazazi, Nkosi, imfihlelo zentliziyo zetu; ungazivongi indlebe zako emitandazweni yetu; sinyamezele, Nkosi engcwele, Tixo Somandla, Msindisi Ongcwele Otafu likulu, Wena Mgwebi ongunapakade, ungavumi ukuba siti ngexesha letu lokugqibela ngenxa yentlungu zokufa sahlukane nawe.

¶ *Ati um-Priste, kupōswa umhlaba pezu komzimba ngabemiyo ngasencwābeni,*

NGENXA yokuba kute kwakōleka ku-Tixo u-Somandla ngencebha yake enkulu ukuzitabatela umpfumlo womzalwana (womzalwanekazi) wetu otandweyo ongasekōyo, siwunikela umzimba wake emhlabeni; umhlaba emhlabeni, ututu elututwini, utuli elutulini; sinetemba eliqinileyo ngokuvukela ebomini ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu; oyakuwenza kumila kumbi umzimba wokutobeka kwetu, ukuze wona wenziwe ufane nawo umzimba wozako lwake ngokokusebenza kwalowo unako ukuzitobela pantsi kwake zonke izinto.

¶ *Kutetwe, okunye kuculwe, kutiwe,*

NDEVA izwi lipuma ezulwini, lisiti kum, Bāla, uti, Banoyolo abafi abo bafela e-Nkosini kutabatela apa: ewe, utsho u-Moya, ukuba bapumle ekubulalekeni kwabo.

¶ *Ati um-Priste,*

Taŕu, Nkosi.

Taŕu, Kristu.

Taŕu, Nkosi.

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingemisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni. Amen.

Um-Priste.

TIXO Somandla, bahleli kuwe omoya babasishiyileyo bese-Nkosini, eti nemipefumlo yamakōlwa, yakukūlulwa ebunzimeni benyama, ihlale kuwe ngovuyo nangenyebeba; Siyakubulela ngentliziyo ngenxa yokuba bekukōlekile kuwe ukumkūlula lomzalwana (lomzalwanekazi) wetu kuzo imbandezelo zalomhlaba ukohlakeleyo; sikukūnga ukuba makukōleke kuwe ngofefe lwako olukulu, ukulizalisa kamsinya inani labanyulwa bako, nokukāulezisa ubukumkani bako; size siti tina, nabo bonke abangasekōyo bekōliwe kwi-Gama lako elingcwele, sifumane ukufezekiswa kwemizimba nemipefumlo, sibe nenyweba ebuqaqaulini bako obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

Um-Tandarwana.

TIXO Onetafu, Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, olu-Vuko, obu-Bomi; ati okòlwayo kuye abudle ubomi noko afileyo; ati obudlayo ubomi ekòlwa kuye angaze afe ngonapakade; ote kanjalo wasifundisa ngom-Postile wake u-Paulos Ongewe, ukuba singalili njengabangenatamba ngenxa yabalele bekuye; Siyaku-kungana ngolulamo, Bawo, ukuba usivuse ezonweni, zona zikukufa, sivukele ebungiseni, bona bububomi; size siti sakumka ukuba singabi sabikò, sipumle kuye, njengoko sitemba ngako ngaye lomzalwana (lomzawlwanekazi) wetu; siti eluvukweni lwabo bonke abafileyo ngombla wokugqibela sibe nakwamkeleka pambi kwako, sifumane ilizwi lentsikelelo eliyakutetwa ngu-Nyana wako oyintanda kubo bonke abakutandayo bekuhlonele, lisiti, Yizani, nina bantwana baka-Bawo basikelelweyo, nibudle ilifa ubukumkani obalungiselwa nina kwasekusekweni kwehlabati: Zusipé oku, Bawo onobubele, ngaye u-Yesu Kristu u-Mteteleli no-Mkululi wetu. *Amen.*

UFEFE Iwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, notando luka-Tixo, nobudlelane bo-Moya Oyingewe, malube nati sonke ngonapakade. *Amen.*

UKUBULELA KWABAFAZI

EMVA KOKUZALA KWABO.

¶ *Umfazi uyakuti ngezeshela elaziwayo emva kokuzala kwake angene e-Kerikeni enzibe ngokufanelekileyo angahombi, aguqe kóna endaweni emiselweyo: Ati um-Priste kuye,*

NGENXA enokuba bekukòlekile ku-Tixo u-Somandla ngobubele bake obukulu ukukulondoloza engxakekweni enkulu yokuzala; ufanele ukumbulela u-Tixo ngentliziyo yako yonke, usiti,

(¶ *Ati um-Priste atete i-Ndumiso cxvi.*)

NDIYAYITANDA I-NKOSI: ngokuba iliva izwi lam, nokutafuzisa kwam.

Ngokuba inditobele indlebe yayo: ndiyakuyinqula yonke imihla yam.

Izintya zokufa zandijikela: ingcinezelo zela bafileyo zandifumana.

Ndafunyanwa zimbandezelo nentsizi, ndanqula ke i-Gama le-NKOSI: ndati, NKOSI, ndiyakukungana, siza umpfumlo wam.

I-NKOSI inobubele, inobulungisa: u-Tixo wetu unemfesane.

I-NKOSI iyabagcina abanobulali: ndandiswele, yandisindisa.

Buyela ekupumleni kwako, mpfumlo wam: ngokuba I-NKOSI ikupéte ngobubele.

Ngokuba iwuhlangule umpefumlo wam ekufeni: yagcina amehlo am ezinyembezi, nenyawo zam eku-kubekeni.

Ndiyakhamba pambi kwe-NKOSI: emazweni abapilileyo.

Ndiyakólwa, xa nditetayo; ndicinezelekile kunene: ndatl ekotúkeni kwam, Bonke abantu bangamaxoki.

I-NKOSI ndingayibuyisela nganto-nina: konke ukudipáta kwayo kakuhle?

Ndotabata indebe yosindiso: ndinqule i-Gama le-NKOSI.

Ndiyakuzizalisa izibambiso zam e-NKOSINI pambi kwabantu bayo bonke: ezintendelezweni zendlu ye-NKOSI, pakati kwako, Yerusalem. Haleluya.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyingewe!

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

Okunye, i-Ndumiso cxxvii.

UKUBA ayiyaki I-NKOSI indlu: bafumana besapúka yiyo abaki bayo.

Ukuba umzi ayiwugcini I-NKOSI: ufumana epapama owuginayo.

Nifumana nivuka kusasa, nihlale nisebenza kude kube sebusuku, nisidla isonka sokubulaleka: uyipá intanda yake ubutongo.

Uyabona, ilifa le-NKOSI ngabantwana: umvuzo wayo sisiqámo sesizalo.

Njengentolo esandleni segoía: banjalo abantwana bobutsha.

Hayi inyweba yomntu ozalise umpongolo wake ngabo: abayikudana, xa bateta nentshaba esangweni.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana: naku-Moya Oyingewe!

Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla: kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

¶ *Ati um-Priste,*

Masitandaze.

Taíu, Nkosi.

Taíu, Kristu.

Taíu, Nkosi.

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni: Ngokuba ubukumkani bobako, Namandla, nodumo, Ngonapakade. Amen.

U-Mfundisi. Nkosi, sindisa lomfazi usisicakazana sako;

Abantu. Otembela kuwe.

U-Mfundisi. Yiba yinqaba yake yamandla;

Abantu. Elutshabeni lwake.

U-Mfundisi. Nkosi, wupulapule umtandazo wetu.

Abantu. Sifikelele kuwe isikálo setu.

U-Mfundisi. Masitandaze.

TIXO Somandla, sikubulela ngolulamo ngenxa yokuba bekukólekile kuwe ukumgcina lomfazi usisicakazana sako ezintlungwini nasengxakekweni yokuzala; Menze, siyakukúnga, Bawo otaíu likulu, ukuba ati ngoncedo lwako, ahlale ekóliwe, ehamba ngendlela ezitandwa nguwe kobubomi bukóyo; abe ngumamkeli wozuko olungunapakade ebomini cbuzayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *Umfazi oza kubulela makazise umnikelo ekusakuni-kelelwa wona: kuti ukuba kwenziwa um-Tendeleko, kumfanele ukuba awamkele.*

ISISONGELO,

UKUSHUNYAYELWA KWENGQUMBO KA-TIXO
NEZIGWEBO ZAKE KUBONI,

NEMITANDAZO EHANJISWA NGOMHLA WOKUQALA WE-LENT,
NANGAMANYE AMAXESHA AYAKUMISWA NGU-BISHOP.

¶ *Emva kom-Tandazo wa-Kusasa, yakuba igqityiwe
i-Litani, um-Priste uyakuti,*

BAZALWANA, kwakukó isiko elilungileyo e-
Kerikeni kudala, lokokuba kuti ekungeneni
kwe-Lent, kohlwaywe ekuhleni abantu abaziwayo
ukuba bangaboni abakulu, ukuze imipefumlo yabo
isindiswe ngemini ye-Nkosi; bati nabanye ngokubona
ukohlwaywa kwabo boyike ukona.

Endaweni yelosiko ke (ebelinga lingabuye livuswe)
kumiseleke ukuba kuti ngelixesha pambi kwenu nonke
kuvakaliswe amazwi eziqalekiso zika-Tixo kuboni
abangaguqukiyo, abálwe enwadini ye-Duteronomi
kwisiqendu samashumi mabini anesixénxe, nakwe-
zinye indawo zezi-Bálo, eniyakuwavuma ngamanye,
niti, *Amen*: ize niti, nakuba nivile ukuba nkulu kwayo
ingqumbo ka-Tixo kuboni, niyaleke, niqutyelwe
enguqukweni yenyano, nihambe nípápámile kule-
mihla inengozi, ninyawuke kwezozone nizivumayo
ngeyenu imilomo ukuba zihlalelwe ziziqalekiso zika-
Tixo.

UQALEKISIWE umntu owenza umfanekiso ukuba
aqubude kuwo.

¶ *Abantu bovuma, bati, Amen.*

U-Mfundisi. Uqalekisiwe ocukuceza uyise nokuba
ngunina.

Abantu. Amen.

U-Mfundisi. Uqalekisiwe oshenxisa umlima-ndlela
wommelwane wake.

Abantu. Amen.

U-Mfundisi. Uqalekisiwe olahlekanisa imfama ne-
ndlela.

Abantu. Amen.

U-Mfundisi. Uqalekisiwe ojika isigwebo sowolunye
uhlanga, nenkedama, nomhlokokazi.

Abantu. Amen.

U-Mfundisi. Uqalekisiwe ombulalayo ummelwane
wake ngasese.

Abantu. Amen.

U-Mfundisi. Uqalekisiwe olala nomfazi womme-
lwane wake.

Abantu. Amen.

U-Mfundisi. Uqalekisiwe osamkelayo isicengo soku-
bulala umntu, igazi elingenatyala.

Abantu. Amen.

U-Mfundisi. Uqalekisiwe otemba umntu, otí kanti
igwiba lake ngabantu, ati ngentliziyo emke e-Nkosini.

Abantu. Amen.

U-Mfundisi. Baqalekisiwe abanganceba, abenzi
bobufeletyo, abafexezi, amabawa, abanquli-minyanya,
abatyóli, amaxila, abapángi.

Abantu. Amen.

U-Mfundisi.

EKUBENI beqalekisiwe bonke abalahlekanayo
nemiteto ka-Tixo (enqina nom-profitu e-
Davide); masiti (sizikumbula izigwebo ezoyikekayo
ezihlalele ukusiwela) sibuyele e-Nkosini u-Tixo wetu

ngentliziyo ehlakileyo, nangobulali, sikulilela ukulahlaka kwetu kwangapambili, sizivuma sizixela izono zetu, sizamela ukovelisa iziqámo ezifanele inguquko. Kuba nalo izembe selibekiwe enganjini yemiti, ngoko yonke imiti engavelisi siqámo sihle iyagaulwa ipóswe emlilweni. Yinto eyoyikekayo ukweyela ezandleni zika-Tixo opilileyo. Uyakubagalela aboni ngesipángo sake, imigibe, umbane, umoya olulopu : yindebe yabo abayabelwayo.

Yabonani, i-Nkosi ipumile endaweni yayo ukuza kuvelela inkohlakalo yabemi bomhlaba. Ngubanina ke onokuyinyamezela imini yokuza kwayo ? Ngubanina onokuma mhla yabonakala ? Umnyazi wokwela usesandleni sake, uyakusicokisa kuti-tu isanda sake, ayibutele kovimba inqólwa yake, kodwa wona umququ uyakuwutshisa ngomlilo ongacimekiyo. Imini ye-Nkosi iza njengesela ebusuku : elixa kutlwa, Lixolile, konwatywe, igaleleke intshabalalo ngebágo, njengenimba kumfazi omtiyoyi, kungabikó usundayo. Yandule ukubonakala ingqumbo ka-Tixo ngemini yempindezelo, ebangwe kukungeva kwaboni, abakudelayo ukulunga nokunyamezela, nokuzeka kade umsindo kuka-Tixo owayemana ebabizela enguqukweni. Bondibiza (itsho i-Nkosi), ndingabapenduli ; bandifune kwakusasa, bangandifumani ; ngetuba lokuba bakutiyile ukwazi, abakunyula ukuyoyika i-Nkosi, abalivuma icebo lam, basigiba sonke isohlwayo sam. Loba selidlule ixesha lokunqonqoza, xa seluvaliwe ucango ; lidlule ixesha lokutaruzisa, xa sekufike ixesha lokugweba. Hayi ilizwi eloyikekayo lo-Mgwebi olilungisa, eliyakutetwa kubo, kusitiwa, Mkani, nina baqalekiswa, niye emlilweni ongunapakade, olungiselwe u-Satana nezitunywa zake.

Masizilumkele ngoko, bazalwana, lisekó ixesha losindiso ; kuba ubusuku buyeza ekungasebenzi mntu

ngabo. Masiti kusekó ukányiso sikólwe lukányiso, sihambe ngokwabantwana bokányiso ; singakútshelwa ebumnyameni bangapandle, apo kukó ukulila nokutshixiza kwamazinyo. Masingabudeli ububele buka-Tixo, osibizela ngetaru ekuzihlaziyeeni, nangosizi lwake olungapéliyo esitembisa uxolelo lwezono ezigqitileyo, ukuba site sabuyela kuye ngentliziyo egqibeleleyo, sinyanisile. Kuba, nokokuba izono zenu zite zavela zinjengengubo ebomvu, zoba mhlope njengeképu ; nokuba zite zayingqombo njengebala elibomvu, zovela zinjengoboya. Buyani enkohlakalweni yenu (itsho i-Nkosi) ingabi sikúbekiso kuni ; Lahlani izifeqo zenu emifeqe ngazo ; nizenzele intliziyo entsha nomoya omtsha : Yinina ukuba nife, mzi ka-Sirayeli, ngokuba akumandi kum ukufa kofayo, itsho i-Nkosi u-Tixo ? Zibuyiseni ke nipile, Kuba nokuya sonileyo, sino-Mteteleli ku-Yise, u-Yesu Kristu ilungisa ; yena ke usisizi sezono zetu. Ngokuba walinyazwa ngenxa yezono zetu, wabetwa ngenxa yenkohlakalo yetu. Masibuyele ngoko kulowo uti ngetaru lake abamkele bonke abaguqakayo ngokwenyaniso, siqinisekile ukuba selekulungele ukusamkela, efuna ukusixolela, xa siza kuye ngoguquko olululo ; sakuzitoba kuye, siti ukususela koku sihambe ezindleleni zake ; siyivuma i-dyokwe yake engenzima nomtwalo wake olula, simlandele ngolulamo, ngonyamezelo, nangotando, silaulwe ngu-Moya wake Oyingewe ; singe kungadunyiswa yena, simkonza sibulela emisebenzini yetu : Ukuba siyakwenza oku, u-Kristu wosihlangula kuso isiqalekiso somteto, nakuso isigwebo esiyakubawela abasesandleni sake sokohllo ; asibeke tina ngasekunene, asisikelele ngentsikelelo ka-Yise, ati masingene ebuqaqaulini bobukumkani bake. Wanga ke angasingenisa kóna sonke, ngenxa yetaru lake elingapélendawo. Amen.

¶ *Boguga bonke, kuti um-Priste naba-Fundisi begugile (apo kwenziwa kona i-Litani) kutetwe le-Ndumiso.*

I-Ndumiso li.

TARU, Tixo, ngokwenceba yako : ngokobuninzi benceba yako cima izigqito zam.

Ndihlambe kunene busuke ubugwenxa bam : undihlambulule esonweni sam.

Ngokuba ndiyazivuma izigqito zam : isono sam sihleli sipambi kwam.

Kuwe, kuwe wedwa ndonile, ndenza okubi emehlweni ako : ukuze ube lilungisa ekuteteni kwako, uace ekugwebeni kwako.

Yabona, ndazalelwa enkohlakalweni : ndakaulwa ngumá esonweni.

Yabona, utanda inyaniso entliziyweni : undazise ubulumko engqondweni.

Ndihlambulule isono nge-hisope, ndihlambuluke : ndihlambe, ndibe mhlope kuneképu.

Ndivise imihlali nemivuyo : ageobe amatambo owayumzileyo.

Sitelisa ubuso bako ezonweni zam : ubucime bonke ubugwenxa bam.

Dala pakati kwam intliziyo engwele, Tixo : uhlayiye umoya oqinisekileyo pakati kwam.

Zungandilahli ebusweni bako : u-Moya wako oyigwele ungamsusi kum.

Buyisela kum uvuyo losindiso lwako : undixáse ngomoya wentumekelelo.

Ndobafundisa abangendawo indlela zako : babuyele kuwe aboni.

Ndihlangule etyaleni lamagazi, Tixo, Tixo ondisindisayo : lomemelela ngobulungisa bako ulwimi lwam.

Wuvule umlomo wam, Nkosi : uvakalise indumiso yako.

Akutandi dini, ngendikunika lona : akutandi dini lakutshiswa.

Amadini ka-Tixo ngumoya owapükileyo : intliziyo eyapükileyo etyumkileyo akuyikuyidela, Tixo.

Yenzele okulungileyo i-Tsiyon ngokukólekileyo kuwe : yaká indonga ze-Yerusalem.

Wauyakukóliswa ngamadini obulungisa, namadini okutshiswa napéleleyo : babeyakunikela nenkabi esibingelelweni sako.

Udumo ku-Yise, naku-Nyana : naku-Moya Oyingwele ;

Abantu. Kwavela kunjalo, kusenjalo nanamhla : kohlala kunjalo ngonapakade. Amen.

Taú, Nkosi.

Taú, Kristu.

Taú, Nkosi.

BAWO wetu osezulwini, Malingewaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla nge-mihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usindise enkohlakalweni. Amen.

U-Mfundisi. Nkosi, zisindise izicaka zako ;

Abantu. Ezitembela kuwe.

U-Mfundisi. Zitumele uncedo oluvela pezulu.

Abantu. Uzikúsele ngamandla ngamaxsha onke.

U-Mfundisi. Sincede, Tixo Msindisi wetu.

Abantu. Sihlangule ngenxa yozuko lwe-Gama lako ; uzicime izono zetu, ngenxa ye-Gama lako.

U-Mfundisi. Nkosi, wupulapule umtandazo wetu.

Abantu. Sifikelele kuwe isikálo setu.

U-Mfundisi. Masitandaze.

NKOSI, siyakukúnga, pulapula ngetaú imitandazo yetu, ubanyamezele bonke abazixelayo kuwe izipóso zabo ; baze bati abagwetywayo sisazela sezono,

bakúlulwe kuzo, baxolelwe ngetaŕu lako ; ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO Somandla, Bawo onetaŕu, obasizelayo bonke abantu, ongatiyiyo nanye into oyenzileyo, ungakufuni ukufa komoni, uti makaguquke asindiswe ; Zixolele ngetaŕu izono zetu ; samkele, Nkosi, usituzele tina zintsizana, sapuka ngumtvalo wazo. Kunawe ukuba netaŕu ; kokwako wedwa ukuxolela. Sinyamezele, Nkosi, banyamezele abantu bako obakululeyo ; ungasisi ematyaleni, singumhlaba ongento, singaboni ; songa umsindo wako kuti, tina sibuvumayo ubungendawo betu, siguquka ezonweni zetu, sinyanisile ; usisize kamsinyane kweli lakaloku-nje, size sihlale nawe unapakade kwelizayo ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Lomtandazo wotetwa ngabantu belandela u-Mfundisi, bati,*

SIBUYISE, Nkosi elungileyo, sobuyiswa ke. Taŕu Nkosi, Yiba netaŕu kubantu bako, Abaguqukela kuwe, Belila, bezila, betandaza. Kuba wena ungu-Tixo onenceba, Unemfesane, Uqumba kade, Unobubele obukulu, Uyasinyamezela nanxa besifanele ukohlwaywa, Uti noko uqumbileyo ungayeki ukuba netaŕu. Banyamezele abantu bako, Nkosi elungileyo, Banyamezele abantu bako, Malingacitwa ilifa lako. Sipulapule, Nkosi, ngokuba inkulu inceba yako, Usikangele ngenxa yobuninzi bezibele zako ; Ngefaneleko yo-Nyana wako ositetelelayo, u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Ahambise u-Mfundisi yedwa, ati,*

I-NKOSI mayisisikelele, isilondoloze ; i-Nkosi mayisipakamisele ukukanya kobuso bayo, isipe uxolo, kaloku nangonapakade. *Amen.*

I-NDUMISO ZIKA-DAVIDE.

UMHLA WOKUQALA.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO I.

UNENYWEBA umntu ongahambiyo ngecebo labangendawo, ongemiyo endleleni yaboni: ongahlaliyo embutweni yabagxeki.

2 Yena unonelela umteto we-NKOSI : ucamanga ngomteto wayo imini nobusuku.

3 Unjengomti omiliselwe pezu kwemijelo yamanzi, onika isiqámo sawo ngexesha lawo : ogqabi lingabuniyo, konke akwenzayo kolunga.

4 Abanjalo abangendawo : bona banjengomququ opétshetwa ngumoya.

5 Ngenxa yoko abangendawo abanakuma emgwebeni : naboni ebandleni lamalungisa.

6 Ngokuba I-NKOSI iyayazi indlela yamalungisa : ke yona indlela yabangendawo iyakudaka.

I-NDUMISO II.

YININA ukuba intlanga zenze imbutumbutu : izizwe zicamange into engento.

2 Okumkani bomhlaba bazimisile, nabapáti babúnga : beceba I-NKOSI no-Mtanjiswa wayo, *besití*,

3 Masiziqáule intambo zabo : sizilahle izintya zabo.

4 Ohleli ezulwini uyabahleka : i-Nkosi iyabagxeka.

5 Yandule itete kubo ngomsindo wayo : ibotúse ngengqumbo yayo.

6 Mna ke ndimmisile ukumkani wam pezu kwe-Tsiyon : intaba yam engwele.

7 Ndiyakulivakalisa ilizwi eli, I-NKOSI ité kum : Wena ungu-Nyana wam, Mna namhla ndikuzele.

8 Cela kum, ndikunike intlanga zibe lilifa lako : izipélo zomhlaba zibe zezako.

9 Uyakuzivikiva ngentonga yentsimbi : uziqékeze zinge zizitya zodongwe.

10 Yenzani ngobulumko ke ngoko, bokumkani : yalekani, nina bagwebi bomhlaba.

11 Yikonzeni I-NKOSI nisoyika : geobani nitutumela.

12 Mangeni u-Nyana, hleze aquambe, nitshabalale endleleni ; ngokuba ungalhe uvute umsindo wake ; hayi inyweba yabo bonke abaziméla ngaye !

I-NDUMISO III.

NKOSI, hayi ukuba baninzi kwabandibandezelayo : baninzi abavukelana nam.

2 Baninzi abati ngompefumlo wam : akanalo usindiso kuye u-Tixo.

3 Ke wena, NKOSI, ulikáka kum : uluzuko lwam, umpakamisi wentloko yam.

4 Ndidanduluka e-NKOSINI ngezwi lam : indipendule ke entabeni yayo engwele.

5 Ndalala pantsi, ndalala ubutongo : ndavuka, kuba I-NKOSI indigcinayo.

6 Andoyiki namawakawaka abantu : abazimise ngenxa zonke kum.

7 Yima, NKOSI, ndisindise, Tixo wam : ngokuba uzibete zonke intshaba zanu emhlatini ; amazinyo abangandawo uyawapúla.

8 Usindiso lolwe-NKOSI : mayibe pezu kwabantu bako intsikelelo yako.

I-NDUMISO IV.

NDIVE ndakukála, Tixo wobuhungisa bam : wandikúlula embandezelweni ; ndenzele inceba, uwuwe umtandazo wam.

2 Nina bonyana babantu, kuninina uzuko lwam niluhlaza : ninxámele into engento, nitanda amanga ?

3 Yazini ke ukuba I-NKOSI izahlulele olilungisa : I-NKOSI iyakundiva ndakukála kuyo.

4 Qumbani, ningoni : tetani nentliziyo zenu ezinkukweni zenu, niti-cwaka.

5 Bingelelani amadini obulungisa : nitembele e-NKOSINI.

6 Baninzi abati : Ngubanina oyakusibonisa okulu-ngileyo ?

7 Sipakamisele, NKOSI : ukukánya kobuso bako.

8 Undivuyise intliziyo : kunexesha lokwanda kwenqólowa ne-wayine yabo entsha.

9 Ndolala pantsi, ndilale ubutongo kwangoku ndixolile : ngokuba wena, NKOSI, undihlalisa ndinqabile.

I-NDUMISO V.

WABEKELE indlebe amazwi am, NKOSI : kuqonde ukucamanga kwam.

2 Lipulapule izwi lokuzibika kwam, Kumkani wam, Tixo wam : ngokuba nditandaza kuwe.

3 Izwi lam uyakuliva kwakusasa, NKOSI : kwakusasa ndobékisa kuwe umtandazo wam, ndibonisele.

4 Ngokuba akungu-Tixo okóliswa kokungendawo wena : ububi abunakuhlala pambi kwako.

5 Abaqáyisi abanakuma pambi kwamehlo ako : uyabatiya bonke abasebenza ubungendawo.

6 Uyabatshabalalisa abatet' amanga : abegazi nabenkohliso balisikizi e-NKOSINI.

7 Ke mna ndinokungena endlwini yako ngezibele zako ezininzi : ndiqubude ndibékise e-tempileni yako engwele ngokukoyika.

8 Ndiambise ebulungiseni bako, NKOSI, ngenxa yabandilalelayo : yenza icace indlela yako pambi kwam.

9 Ngokuba emlonjeni wabo akukó nto imiyo : ngumeyelise umbilini wabo.

10 Linéwaba elivuliweyo umqala wabo : bateta okugudileyo ngolwimi lwabo.

11 Batwalise ityala, Tixo, makatshitshe amaqinga abo : bagxote ngenxa yobuninzi bezigqito zabo, ngokuba bakupikisile.

12 Mabavuye bonke abaziméla ngawe : bahlale bememelela, ubakúsele; bagcobe ngawe abalitanda i-Gama lako.

13 Ngokuba wena, NKOSI, uyalisikelela ilungisa : ulihlanganisele ngobubele njengekáká.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO VI.

NKOSI, zunganditetisi unomsindo : ungandohlwayi uqumbile.

2 Ndenzele inceba, NKOSI, ngokuba ndityafile : NKOSI, ndipilise ngokuba amatambo am akatazekile.

3 Umpefumlo wam ukatazekile kakulu : ke wena, NKOSI, koda kube ninina ?

4 Buya, NKOSI, uwuhlangule umpefumlo wam : ndisindise ngenxa yobubele bako.

5 Ngokuba ekufeni akusakunjulwa wena : ngubanina onokukubulela enewábeni ?

6 Ndidiniwe kukugcuma, bonke ubusuku ndiyahlamba ukúko lwam : ndiwenze manzi umandlalo wam ngenyembezi zam.

7 Hliso lam lonakele lusizi : lalupele ngenxa yazo zonke intshaba zam.

8 Sukani kum, nonke nina nisebenza inkohlakalo : ngokuba I-NKOSI ilivile izwi lokulila kwam.

9 I-NKOSI ikuvile ukutafuzisa kwam : I-NKOSI iyakuwamkela umtandazo wam.

10 Ziyakudana, zotúswé kakulu zonke intshaba zam : ziyakubuyiswa zidaniswe ngepanyazo.

I-NDUMISO VII.

NKOSI, Tixo wam, ndiziméla ngawe : ndisindise kubo bonke abandisukelayo, undihlangule.

2 Hleze bawuqwenge umpefumlo wam njengengonyama : bawudlavule kungekó mhlangu.

3 NKOSI Tixo, ukuba ndite ndenza oku : ukuba kukó ubumenemene ezandleni zam ;

4 Ukuba ndimpéte kakubi obexolelene nam : (ndibe ndimsindisa ofumana walutshaba kum ;)

5 Maluti utshaba luwusukele umpefumlo wam, luwufumane : lubunyashela pantsi ubomi bam, uzuko lwam lululalise elutulini.

6 Yima, NKOSI, unengqumbo, pakama ngenxa yomsindo wentshaba zam : vuka undikáulele, wena oté makugwetywe.

7 Ingqungqutela yezizwe mayikungqonge : ubuye unyukele pezu kwazo.

8 I-NKOSI iyagweba pakati kwezizwe ; gweba ityala lam, NKOSI : ngobulungisa bam nangokugqibelela okukum.

9 Mabupéle ububi babangendawo : ulizimase ilungisa.

10 Kuba u-Tixo wobulungisa : ngolinga ingqondo nentliziyo.

11 Ikáká lam ngu-Tixo : osindisa abantliziyo ziteye.

12 U-Tixo uyalungisa ukugweba : ungu-Tixo oqunjiswa imihla yonke.

13 Ukuba umntu akaguquki, wolilola irele lake : usityedile isapéta sake, wasilungisa.

14 Umlungisele intonga zokubulala : uzenze zanolilo intolo zake.

15 Yabona, uneninba yobumenemene : ukáule ububi, wazala ubuxoki.

16 Umbé umhadi, wawugomba : waza weyela esihogweni abesenzela abanye.

17 Ububi bake buyakubuyela kweyake intloko : nenkohlakalo yake iyakumhlela kwa yena.

18 Ndoyibulela I-NKOSI ngenxa yobulungisa bayo : ndilibonge i-Gama le-NKOSI epezu konke.

I-NDUMISO VIII.

YEHOVA, Nkosi yetu, hayi ubungangamsha be-Gama lako emhlabeni wonke : wena obubekileyo emazulwini ubuqaqauli bako.

2 Emlonyeni wentsana nabányayo useke amandla ngenxa yentshaba zako : ukuze udambise utshaba nopindezelayo.

3 Ndití, ndakukangela amazulu ako, umsebenzi weminwe yako : inyanga nenkwenkwezi ozimisileyo ;

4 Uyinto-nina umntu lento umkumbulelayo : unyana womntu lento umvelelayo ?

5 Umenze apants' ukulingana no-Tixo : wamtwesa uzuko nobungangamsha.

6 Umpátisile ubukosi pezu kwemisebenzi yezandla zako : zonke izinto uzibeke pantsi kwenyawo zake ;

7 Igusha nenkomo, zonke zipélele : kwa nenyamakazi zasendle ;

8 Intaka nazo, nentlanzi zaselwandle : into zonke ezihamba ngendlela zolwandle.

9 Yehova, Nkosi yetu : hayi ubungangamsha be-Gama lako emhlabeni wonke !

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO IX.

NDIYAKUKUBULELA, NKOSI, ngentliziyo yonke : ndiyakuyibalisa yonke imimangaliso yako.

2 Ndovuya ndigcobe ngawe : ndilibonge i-Gama lako, Wena opezu konke.

3 Kuba intshaba zam zibuya ngomva : zikúbeke zitshabalale pambi kwako ;

4 Ngokuba undigwebele ityala lam nebango lam : wauhleli e-troneni, wagweba walungisa.

5 Uzikalimele intlanga, wabatshabalalisa abangendawo : igama lazo ulicimile ngonapakade.

6 Intshaba zona zigqibele, yangamanxuxa kwapela : izixelo ozicitileyo, kwatshaba nokukunjulwa kwazo.

7 Ke yona I-NKOSI ihleli ngonapakade : iyizinzisele ugwebo i-trone yayo.

8 Iyakugweba kwelimiweyo ngobulungisa : ilungise ukugweba pakati kwezizwe.

9 Iti I-NKOSI ibe lihlati kotyunyuziweyo : inqaba ngamaxesha obunzima.

10 Batembele kuwe abalaziyo i-Gama lako : ngokuba akubashiyanga abakufunayo wena, NKOSI.

11 Vumani ngendumiso kwi-NKOSI ehleli e-Tsiyon : xelani ezizweni izenzo zayo.

12 Ingumpindezeli wamagazi iyabakumbula : ayikulibalanga ukukála kwabalulamileyo.

13 Ndenzele inceba, NKOSI, zibone intsizi endiziviswa ngabandityayo : wena undinyusayo emasangweni okufa.

14 Ukuze ndibalise yonke indumiso yako emasangweni entombi ka-Tsiyon : ndigcobe ngosindiso lwako.

15 Intlanga zitshone esihogweni ezasenzayo : unyano lwazo lubanjiswe esibateni ezasigqumelayo.

16 I-NKOSI izazisile ; yenza umgwebo : imtiyela ongendawo ngomsebenzi wezandla zake.

17 Abangendawo bayakubuyela kwelabafuleyo : kwa zonke intlanga ezimlibalayo u-Tixo.

18 Ngokuba aliyikuhlala lilityalwa ihlwempu : itamba labapantsi lingayikutshabalala kupéle.

19 Yima, NKOSI, umntu makangeyisi : intlanga mazigwetywe pambi kwako.

20 Zenze zoyike, NKOSI : zazi intlanga ukuba zingabantu kupéla.

I-NDUMISO X.

YININA ukuba umele mgama, NKOSI : uzifihle ngamaxesha obunzima ?

2 Ngefátshi labangendawo atshutshiswa amahlwempu : abanjiswa ngamaqínga abawaqíngileyo.

3 Ngokuba ongendawo eqáyisa ngomnqweno wompufumlo wake : ati ngokubawa kwake ayigibe ayidele I-NKOSI.

4 Ongendawo unje ngefátshi lake, atí, Akasayikubuza : zonke izicamango zake zítí, Akukó Tixo.

5 Indlela zake ziqínile ; izigwebo zako zipakamile, zikude kuye : uyazidela zonke intshaba zake.

6 Utí entliziweni yake, Andisayikushukunyiswa : andiyikuba sehubini napakade.

7 Umlomo wake uzele kushwabula nokukohlisa nobumenemene : ngapantsi kolwimi lwake bububi nokungendawo.

8 Uhlala ezindaweni zokulalela emizini : agwinte omsulwa entsitelweni ; amehlo ake azonda olusizana.

9 Ulalela ngasese njengengonyama eludadeni lwayo : ulalela ukupánga olusizana.

10 Uyalupánga usizana : elutsala ngotambo lwake.

11 Lucinezelwe, luyawa : bati abazindwayi bawiswe ngamandla abantu bake.

12 Utí entliziweni yake, U-Tixo ulibele : ubusite-lisile ubuso bake, akasayikubona.

13 Yima, NKOSI ; sipakamise isandla sako, Tixo : ungabalibali abalulamileyo.

14 Yinina ukuba ongendawo amdele u-Tixo : ati entliziweni yake, Akuyikubuza ?

15 Ubonile wena : ngokuba uyabubona ububi ne-
nkatazo ;

16 Ukuze upindezele ngesandla sako : usizana luzitahlela kuwe ; ungumncedi wenkedama wena.

17 Yapiúle ingalo yongendawo : mayibuziswe inkohlakalo yake, kungasali nento.

18 I-NKOSI ingu-Kumkani ngonapakade : zitshabalele intlanga emhlabeni wayo.

19 Umnqweno wabalulamileyo uwuvile, NKOSI : wazimasa intliziyo zabo, wayibaza indlebe yako ;

20 Ukuba ugwebe ityala lenkedama noshicilelweyo : aze umntu womhlaba angabi soyikisa.

I-NDUMISO XI.

I-NKOSI ndiyenze inqaba yam : niti-nina ukutí kumpufumlo wam, Balekela entabeni yako nje-
ngentaka ?

2 Ngokuba abangendawo begoba isapéta, bazilungisile intolo zabo entanjeni : ukuba bati besitele batole abantliziyo zite-tye.

3 Xa intsika zicitwayo : ilungisa linokuti-nina ?

4 I-NKOSI ise-tempileni yayo engewele : I-NKOSI ine-trone yayo ezulwini.

5 Amehlo ayo ayababona : ewe, ayabacikida onyana babantu.

6 I-NKOSI ikóliwe lilungisa : ke yena ongendawo notanda ubuncwangu umpufumlo wayo umtiyile.

7 Iyakubahlisela abangendawo imigibe, umlilo nesulfure nomoya olulopu : yindebe yabo abayabelweyo.

8 Ngokuba I-NKOSI iyalungisa, itanda ubulungisa : amalungisa ayakububona ubuso bayo.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XII.

SIZA, NKOSI, abenceba bapélile : abenyaniso abasekó konyana babantu.

2 Bateta ubuxoki bonke nabamelwane babo : bateta ngomlomo ogudileyo, ngentliziyo embáxa.

3 Yanga I-NKOSI inganqumla yonke imilomo egudileyo : ulwimi oluteta into ezinkulu ;

4 Nabo abati, Siyakweyisa ngolwimi lwetu : umlomo wetu ungowetu, ngubanina inkosi kuti ?

5 Ngenxa yokubúqwa kwentsizana : ngenxa yokuncwina kosweleyo,

6 Ndiyakusuka ndime ngoku, itsho I-NKOSI : ndiyakumbeka elusindisweni lowo ululangazelayo.

7 Amazwi e-NKOSI ngamazwi acecekileyo : anjengesilvere enyibilikiswe eziko, yela emhlabeni, ehluzwe kasixénxe.

8 Uyakubagcina, NKOSI : uyakuhlala ubalondoloza kwesisizukulwana.

9 Abangendawo bahambahamba ngenxa zonke : kwakupakanyiswa inkohlakalo pakati konyana babantu.

I-NDUMISO XIII.

KODA kube ninina, NKOSI, undilibe kwapela : kuninina ubusitelisa ubuso bako kum ?

2 Kuninina ndicebisana nompefumlo wam, ndibuhlungu entliziyweni yam imini yonke : kuninina lundipakamele utshaba lwam ?

3 Kangela undipendule, NKOSI Tixo wam : kanyisela amehlo am, hleze ndilale ukufa.

4 Hleze utshaba lwam luti, Ndimeyisile : baze abandibandezelayo bavuyele ukuwa kwam.

5 Mna nditembe inceba yako : intliziyo yam mayivuyele usindiso lwako.

6 Ndovuma e-NKOSINI : kuba indipete ngesisa.

I-NDUMISO XIV.

SITE isidenge entliziyweni yaso : Akukò Tixo.

2 Basebenza okubi, balisikizi ngentlondi zabo : akukò wenza okulungileyo, noko amnye.

3 I-NKOSI isezulwini iqondele konyana babantu : ukubona ukuba kukò oqiqayo na, omfunayo u-Tixo.

4 Bapambukile bonke, bancólile kwapela : akukò wenza okulungileyo, namnye.

5 Linewába elivulekileyo umqala wabo, bayakohlisa ngelwimi zabo : ubuhlungu beramba busemlonyeni wabo.

6 Umlomo wabo uzele kushwabula nobuifara : inyawo zabo zikáuleza ukuze bapalaze igazi.

7 Indlela zabo zinentshabalaliso nobubi, indlela yoxolo abayazanga : ukumoyika u-Tixo akukò pambi kwamehlo abo.

8 Abanakwazi na bonke abasebenza inkohlakalo : besidla abantu bam ngati badla isonka, bengabizeli e-NKOSINI ?

9 Boyika nokoyika kón'apo : ngokuba u-Tixo usesizukulwaneni samalungisa.

10 Icebo losizana ningalitshitshisa : I-NKOSI ilihlali lalo noko.

11 Alwaba lwaseluvile e-Tsiyon usindiso lwama-Sirayeli! Yakubuyisa I-NKOSI abatinjwa babantu bayo ; maze avuye u-Yakobi, agcobe u-Sirayeli.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO XV.

NKOSI, ngubanina ongahlala endlwini yako : ngubanina ongahlala entabeni yako engcwele ?

2 Ngohamba ngokugqibeleleyo : esenza ubulungisa, eteta inyaniso ngentliziyoyake.

3 Ongahlebiyo ngolwimi lwake, engamenzi into embi uwabo : engamtyóli ummelwane wake.

4 Oti entliziyweni yake amdele ongendawo : abazukise ke abayoyikayo I-NKOSI.

5 Ofunga angajiki : nokuba kubi kuye.

6 Ongabolekiyo ngemali yake ukuba adle abantu : ongenakutengwa ukuze agwebe ongenatyala.

7 Okwenzayo oko : akayikushukunyiswa napakade.

I-NDUMISO XVI.

NDIGCINE, Tixo : ngokuba ndiziméla ngawe.

2 Ndité e-NKOSINI, Uyi-Nkosi yam : andinanto indilungeleyo ngapezu kwako.

3 Abangwele bona abasemhlabeni : bazingangamsha endivuyela zona.

4 Ziyakwanda imbulaleko : zabo banxámele otixo bambi.

5 Iminikelo yabo yegazi andiyikuyinikela mna : amagama abo andiyikuwapáta ngomlomo wam.

6 Yi-NKOSI isahlulo endasabelwayo, nendebe yam : indizinzisa elifeni lam.

7 Ndicandelwe endaweni entle : inene, lihle ilifa lam.

8 Ndiyakuyibonga I-NKOSI endinike icebo : intliziyo yam iyandiluleka ebusuku.

9 Ndiyimisile I-NKOSI pambi kwam amaxesha onke : ngokuba isekunene kum nje, andiyikushukunyiswa.

10 Ngako oko iyavuya intliziyo yam, uyagcoba umpefumlo wam : nomzimba wam uyakuhlala untemba.

11 Ngokuba akuyikuwushiya umpefumlo wam kwe-labafileyo : ungavumi ukuba intanda yako ibonane nesihogo.

12 Uyakundazisa umendo wobomi ; pambi kwako kukwanela yimivuyo : ekunene kwako yinyweba yapakade.

I-NDUMISO XVII.

BUVE, NKOSI, ubulungisa, ukuve ukuhlahlamba kwam : wubekele indlebe umtandazo wam ongapumiyo emloniyeni wenkohliso.

2 Isigwebo sam masipume kuwe : amehlo ako aka-
ngele okulungileyo.

3 Uyeikidile intliziyo yam, uyivelele ebusuku, undilingile, akwafumana nto : ndizimisele ukuba andiyikugqita ngomlomo wam.

4 Malunga nemisebenzi yabantu ndizigcinile, andan-
gená kwindlela zamanyangaza : ngalo ilizwi lomlomo wako.

5 Imikondo yam ibambe indlela zako : azashuku-
nyiswa inyawo zam.

6 Mna ndinqula wena, ngokuba undipendula,
Tixo : nditobele indlebe yako, kuve ukuteta kwam.

7 Bubonakalise ububele bako, wena ubasindisayo
abaziméla ngawe : ngesandla sako sokunene, kwabasuka
pezu kubo.

8 Ndigcine njengokózo lweliso : ndisitlise ngesitu-
nzi samapiko ako,

9 Pambi kwabangendawo abandibúgayo : intshaba
zompefumlo wam ezindingungelayo.

10 Zite-fiti kutyebe : ngomlomo wazo ziteta nge-
fatshi.

11 Zisijikelezile ngoku ekuhambeni kwetu : amehlo
azo ziwamisele ukusikáhlela emhlabeni.

12 Ukufana kwazo kunjengengonyama enxámele
ukuqwenza : kunjengengonyama entsha ihleli entsi-
telweni.

13 Yima, NKOSI, umhlangabeze, umwise pantsi :
wusindise umpefumlo wam kongendawo ngefefe
lako ;

14 Wusindise kubantu ngesandla sako, NKOSI, ku-
bantu belipakade, abasahlulo sikobubomi : usizalisayo
isisu sabo ngengqwebo zako ;

15 Bakólisile ngonyana : ukupupuma kwabo baku-
shiya nentsapo zabo.

16 Mna ndiyakububona ubuso bako ndisebulungi-
seni : ndiyakwaneliswa similo sako ekuvukeni kwam.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XVIII.

NDIYAKUTANDA, NKOSI, mandla am; I-NKOSI lililiwa lam, imboniselo yam, nomsindisi wam: ngu-Tixo wam, liliwa endiziméla ngalo, likáka lam, lupondo losindiso lwam, nengaba yam.

2 Ndinqula I-NKOSI eyeyokudunyiswa: ndisindiswe ezintshabeni zam.

3 Izintya zokufa zandijikela: imisinga yentshabalalo yandoyikisa.

4 Izintya zenewába zandiraula: iziirintyelo zokufa zandifikela.

5 Ekubandezelekeni kwam ndanqula I-NKOSI: ndazibika ku-Tixo wam.

6 Waliva e-tempileni yake izwi lam: ukuzibika kwam kwafika pambi kwake ezindlebeni zake.

7 Wahexa ke wanyikima umhlaba: iziseko zentaba zangcangazela, zagungqa ngokuba enomsindo.

8 Wenyuka umsi upuma ematáténi ake: wadla umlilo upuma emlonyeni wake, kwavuta amalahle kuwo.

9 Wawatoba amazulu, wehla: kwamnyama pantsi kwenyawo zake.

10 Wakwéla e-kerubini wapápázela: we-tshwebelele ngamapiko omoya.

11 Wamisa ubumnyama balisé lake, umnquba wake ngenxa zonke kuye: ubumnyama bamanzi, ingqimba zamafu.

12 Ekukányeni okupambi kwake kwatyoboza emafini ake: izipángo zamatyé namalahle omlilo.

13 I-NKOSI yadudumisa amazulwini, Opezu konke walikúpa izwi lake: izipángo zamatyé namalahle omlilo.

14 Watuma intolo zake, wabapángalalisa: yaminzi imibane, wabadubaduba.

15 Imipantsi yamanzi yabonakala, kwatyileka iziseko zelimiweyo, ngokukalima kwako, NKOSI: ngokufuta komoya wamatátá ako.

16 Wolula isandla epezulu, wandibamba: wandiróla emanzini amaninzi.

17 Wandihlangula elutshabeni lwam olunamandla, kwabandituyileyo: ngokuba bebomelele kunam.

18 Bandifikela ngemini yokusindeka kwam: ke I-NKOSI yandixása.

19 Yandikúpela endaweni ebanzi: yandihlangula, ngokuba inditandile.

20 I-NKOSI yandipáta ngokobulungisa bam: yandibuyisela ngokobunyulu bezandla zam.

21 Ngokuba ndazigcina indlela ze-NKOSI: andemka ngokungendawo ku-Tixo wam.

22 Ngokuba yonke imiteto yake ipambi kwam: andiyilahlanga imimiselo yake.

23 Ndandilungile kanye pambi kwake: ndazigcina andaba nabugwenxa.

24 Yandibuyisela ke I-NKOSI ngokobulungisa bam: ngokobunyulu bezandla zam pambi kwamehló ayo.

25 Kowenceba uzenza owenceba: kolilungisa kanye uzenza olilungisa kanye.

26 Kozenze nyulu uzenza onyulu: kogwenxa uzenza ogwenxa.

27 Ngokuba abalulamileyo uyabasindisa: uwatobe amehló aratshileyo.

28 Uyasilumeka isibane sam wena: I-NKOSI u-Tixo wam iyakubukányisela ubumnyama bam.

29 Ngokuba ngawe ndinokulwa neqela: ndinokutsiba udonga ngo-Tixo wam.

30 U-Tixo yena, igqibelele indlela yake: ilizwi le-NKOSI lilingiwe, likáka kubo bonke abaziméla ngayo.

31 Ngokuba ngubanina ongu-Tixo, ingeyiyo I-NKOSI: ngubanina oliliwa, ingenguyé u-Tixo wetu?

32 Ngu-Tixo ondibinqisa ubufoti : ayigqibelelise indlela yam.

33 Uzifanisa inyawo zam nezamanxala : undimisa emimangweni yam.

34 Uzifundisa ukulwa izandla zam : zityede isapêta sobedu ingalo zam.

35 Undinikile ikâka losindiso lwako : sandixâsa isandla sako sokunene, ululamo lwako lwandikûlisa.

36 Wawenzela indawo ebanzi amanyatela am pantsi kwam : azatyibilika inyawo zam.

37 Ndazisukela intshaba zam, ndazifumana : anda-buya zada zapêla.

38 Ndaziqoba, azabi nakuvuka : zawa pantsi kwe-nyawo zam.

39 Wandibinqisa ubufoti ekulweni : wabatoba pantsi kwam abasukela pezulu kum.

40 Wandinika umhlana wentshaba zam : abanditiyayo ndabanqamla.

41 Bazibika, akwabikô usindisayo : bakâla e-NKOSINI, ayabapendula ke.

42 Ndabacola banjengotuli pambi komoya : ndabanyatela njengodaka lwasezi-trateni.

43 Wandisiza ekubambaneni kwabantu : wandimisa ndayintloko yentlanga.

44 Ndiyakukonzwa luhlanga : endibe ndingalwazi.

45 Bakundiva ngendlebe, bandilulamela : beza ebasemzini benditobela.

46 Abasemzini bayapêla : bapume bengcangcazela ezinqabeni zabo.

47 I-NKOSI ihleli, lelokubongwa iliwa lam : apakaniswe u-Tixo ondisindisayo.

48 Ulo-Tixo wandinika impindezelo : uzoyisayo izizwe zibe pantsi kwam.

49 Undisiza ezintshabeni zam ; ewe, wena undipakamisayo kwabasukela pezulu kum : undihlangule kumntu ogenyamelayo.

50 Ngenxa yoko ndiyakubulela kuwe, NKOSI, pakati kwentlanga : ndivume kwi-Gama lako.

51 Ulokûlisa usindiso lokumkani wake : wenzayo inceba kumtanjiswa wake, ku-Davide nakwinzalo yake kude kuse epakadeni.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO XIX.

A MAZULU abalisa uzuko luka-Tixo : saye isibâkabâka sixela umsebenzi wezandla zake.

2 Imini impompozelela imini inteto : ubusuku buzelela ubusuku ukwazi.

3 Akukô nteto, akukô mazwi : asivakali isandi sawo.

4 Intambo yawo yokulinganisa ipume yaya emhlabeni wonke : kwaba sezipêlweni zelimiweyo ukukûluma kwawo.

5 Ilanga ulimisele in-tente kuwo : lona linjengomyeni ke epuma egumbini lake, linemihlali njengegofo ukugidima ngomendo walo.

6 Kusesipêlweni samazulu ukupuma kwalo, ukujikeleza kwalo kusa ezipêlweni zawo : akukô nto inokusitela ebushushwini balo.

7 Umyalelo we-NKOSI ugqibelele, ubuyisa umpefumlo : isinqino se-NKOSI sinyanisekile, sinika isidenge ubulumko.

8 Izimiselo ze-NKOSI zilungile, zivuyisa intliziyo : umteto we-NKOSI unyulu, ukânyisela amehlo.

9 Ukoyika I-NKOSI kucecekile, kumi ngonapakade : izigwebo ze-NKOSI ziyinyaniso, zibulungisa kwapêla.

10 Zinokunqweneleka kune-golide zona, kune-golide engcengiweyo eninzi : zimnandi kunobusi nakune-indeini yobusi.

11 Isicaka sako zikwasikânyisela : ekuzigcineni kukô umvuzo omkulu.

12 Ngubanina ongaqonda izipóso zake : zundihlambulule nakwezifihlakeleyo.

13 Sinqande isicaka sako kwezeratshi, mazingandilauli : ndandul' ukuba ngogqibeleleyo, ndibe msulwa esigqitweni esikulu.

14 Makakóleke amazwi omlomo wam : nezicamango zentliziyo yam,

15 Pambi kwako, NKOSI : liwa lam, mkúluli wam.

I-NDUMISO XX.

NGAMANA yakupendula I-NKOSI ngemini yembandezelo : ngamana lakulondoloza i-Gama lika-Tixo ka-Yakobi ;

2 Yakutumela uncedo oluvela endaweni engewele : yakuxása ise-Tsiyon ;

3 Yayikúmbula yonke iminikelo yako : yawamkela amadini ako ;

4 Yakunika ngokwentliziyo yako : yalizalisa lonke ícebo lako.

5 Masimemelele ngosindiso lwako, siqáyise nge-Gama lika-Tixo wetu : yanga I-NKOSI ingazizalisa zonke izicelo zako.

6 Ndiyazi ngoku ukuba I-NKOSI ingumsindisi womtanjiswa wayo, iyakupendula ezulwini layo elingewele : ngamandla asindisayo esandla sayo sokenene.

7 Abanye bakankanya inqwelo zokulwa, abanye bakankanya amahashe : ke tina solikankanya i-Gama le-NKOSI u-Tixo wetu.

8 Bona batótyiwe, bawa : tina sipakamile, sema.

9 Sindisa, NKOSI : u-Kumkani makasive mhlana sibizayo.

I-NDUMISO XXI.

NKOSI, uyakuvuya ukumkani ngamandla ako : asikukó nokuba uyakugcoba ngosindiso lwako.

2 Umnike umnqweno wentliziyo yake : akwasi-landula isicelo somlomo wake.

3 Ngokuba umkáulela ngentsikelelo zokulungileyo : umtweza isitsaba se-golide engcwengiweyo.

4 Wacela ubomi kuwe, wampá : wampá imihla emide ngonapakade.

5 Lukulu uzuko lwake ngosindiso lwako : ubeka pezu kwake ubungangamsha nembeko.

6 Ngokuba umenza asikelelwe ngonapakade : umvuyisa ngovuyo ebusweni bako.

7 Ngokuba ukumkani utembele e-NKOSINI : ngen-teba y-Osenyangweni akayikushukunyiswa.

8 Isandla sako siyakuzifumana zonke intshaba zako : esokunene sako siyakubafumana abakutiyayo.

9 Uyakubenza babe njengeziko lomlilo, wakubonakala : I-NKOSI iyakubaginya ngomsindo wayo, nomlilo uyakubadla.

10 Uyakutshabalalisa isiqámo sabo emhlabeni : inzalo yabo konyana babantu.

11 Nokuba bakutobela ububi, baqíngé namaqínga : abayikufeza nto.

12 Ngokuba uyakubenza bakunikele umhlana : ngesapéta sako uyakuxuna intolo zako ebusweni babo.

13 Maupakanyiswe, NKOSI, emandleni ako : siyakuvuma, sibonge ubukulu bokwenza kwako.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XXII.

TXO wam, Tixo wam, undilahlele-nina : ukude nganina ekusindisweni kwam, nasemazwini okukála kwam ?

2 Tixo wam, ndiyabiza emini, ungapenduli : nasebusuku ndiyabiza, andipumli noko.

3 Ke wena uyingewele : ulohlala ezindumisweni zakwa-Sirayeli.

- 4 Obawo batembela kuwe : batemba, wabasiza.
 5 Bakála kuwe, basinda : batembela kuwe, abadana.
 6 Ke mna ndingumbungu, andimntu : ndisingei-kivo sabantu, into edelekileyo ebantwini.
 7 Bonke abandibonayo bayandigculela : bayasineka, bahlunguzela intloko, bati,
 8 Makazilahlele e-NKOSINI, imsize : imhlangule, imtanda nje.
 9 Inene, nguwe owandikupayo esizalweni : waba litemba lam ndisemabeleni kamá.
 10 Ndalahlelwa kuwe kwasesizalweni : ungu-Tixo wam kwasekuveleni kwam.
 11 Zungabi kude nam, ngokuba isondele imbandezelo : akukó uncedayo.
 12 Ndingqongwe zinkunzi ezininzi : ndihlanganyelwe zezinamandla zase-Bashan.
 13 Zindakámele ngomlomo wazo : njengengonyama eqwengayo egqumayo.
 14 Ndipalelenjengamanzi, ahlukene onke amatambo am : yanjengomtwebeba intliziyo yam, inyibilikile pakati kwezibilini zam.
 15 Omile njengegope amandla am : ulwimi lwam lunamatele emihlatini yam, undibeka elutulini lokufa.
 16 Ngokuba izinja zindifaule : ibandla labenzi bobubi lindingungele.
 17 Bagqoboza izandla zam nenyawo zam, ndinokuwabala onke amatambo am : bakundijonga, bendibonela.
 18 Bayabelana ngengubo zam : isambato sam base-nzela amaqashiso.
 19 Ke wena, NKOSI, zungabi kude : mhlanguki wam, káuleza undincede.
 20 Wuhlangule eřeleni umpefumlo wam : okupéla kwawo emandleni enja.
 21 Ndisindise emlonyeni wengonyama : nasezimpondweni zenyati undipendule.

- 22 Ndiyakulazisa i-Gama lako kubazalwana bam : ndikudumise ndisentlanganisweni.
 23 Nina niyoyikayo I-NKOSI, yidumiseni : yizukiseni, nonke nzala ka-Yakobi ; niyihlonele nina nonke, nzala ka-Sirayeli.
 24 Kuba azidelekanga azibanga nazoté kuyo intsizi zolusizana : ayibusitelisanga ubuso bayo kuye, ekuzibikeni kwake kuyo yapulapula.
 25 Ivela kuwe indumiso yam entlanganisweni enkulu : izibambiso zam ndiyakuzizalisa pambi kwabamoyikayo.
 26 Bayakudla abalulamileyo, bahlute : bayakudumisa I-NKOSI abayinxámeleyo ; ngamana yapila intliziyo yenu ngonapakade.
 27 Zonke izipélo zomhlaba ziyakukúmbula zibuyele e-NKOSINI : iqubude pambi kwayo yonke imizalwane yentlanga.
 28 Ngokuba bobe-NKOSI ubukumkani : yiyo umlauli ezintlangeni.
 29 Bayakudla, baqubude : bonke abatyebileyo bomhlaba.
 30 Bayakuguqa pambi kwayo bonke abatshona elutulini : nobengenako ukuwugcina umpéfumlo wake.
 31 Inzala iyakumkonza : kuyakubaliselwa isizukulwana esizayo ngayo i-Nkosi.
 32 Bayakuza baxele ubulungisa bayo kubantu abazakuzalwa : ukuba oko ikwenzile.

I-NDUMISO XXIII.

- I-NKOSI ngumalúsi wam : andiyikuswela luto.
 2 Yenza ukuba ndibute emáfiweni aluhlaza : inditundezela emanzini angawokupumla.
 3 Iyawubuyisa umpefumlo wam : indikápele ezindleleni zobulungisa ngenxa ye-Gama layo.
 4 Nokuba ndihamba emfuleni wetunzi lokufa.

andiyikoyika ubi : ngokuba unam wena, intonga yako nomsimelelo wako ziyandituzela.

5 Undilungisela i-tafile pambi kwababandezeli bam : uyitambisile nge-oli intloko yam, indebe yam iyapalala.

6 Inene, ndiyakulandelwa bububele nenceba yonke imihla yobomi bam : ndihlale endlwini ye-NKOSI ngonapakade.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO XXIV.

IHLABATI lele-NKOSI nenzaliseko yalo : elimiweyo nabahleli kulo.

2 Ngokuba yona yaliseka pezu kwelwandle : yalinzisa pezu kwemilambo.

3 Ngubanina oyakunyuka aye entabeni ye-NKOSI : ngubanina oyakuma endaweni yayo engcele ?

4 Ngozandla zimsulwa, ontliziyo inyulu : ongapakamiselanga kwinkohlakalo umpfumlo wake, onga-funganga ngenkohliso.

5 Yena uyakwamkela intsikelelo e-NKOSINI : nobulungisa ku-Tixo ongumsindisi wake.

6 Siso eso isizukulwana sabamxámeleyo : sababufunayo ubuso bako, Tixo ka-Yakobi.

7 Pakamisani intloko zenu, masango, nizipakamise, zingango zapakade : angene u-Kumkani wozuko.

8 Ngubanina ke lo-Kumkani wozuko : yi-NKOSI enamandla eyoyisayo, yi-NKOSI enamandla emfazweni.

9 Pakamisani intloko zenu, masango, nizipakamise zingango zapakade : angene u-Kumkani wozuko.

10 Ngubanina ke yena lo-Kumkani wozuko : yi-NKOSI yemikosi, yiyo u-Kumkani wozuko.

I-NDUMISO XXV.

NDIWUPAKAMISELA kuwe, NKOSI, umpfumlo wam ; Tixo wam, nditembele kuwe : mandingadani, mazingandivuyeleli intshaba zam.

2 Ewe, bonke abo bakutembayo abayikudana : kuyakudana abo bakohlisayo ngapandle kwesizatu.

3 NKOSI, ndazise indlela zako : undifundise umendo wako.

4 Ndikokele enyanisweni yako, undifundise : ngokuba ungu-Tixo ongumsindisi wam, nditembe wena yonke imihla.

5 Kumbula imfesane yako, NKOSI, nezibele zako : ngokuba kususela kwapakade zikó.

6 Ungazikumbuli izono zobutsha bam, nezigqito zam : ndikumbule ngokwenceba yako ngenxa yokulunga kwako, NKOSI.

7 Ilungile, ite-tye i-NKOSI : ngenxa yoko iyabayalela indlela aboni.

8 Iyabahambisa abalulamileyo emasikweni ayo : ibafundise abalulamileyo indlela yayo.

9 Zonke indlela ze-NKOSI ziyinceba nenyano : kwabagcina umnqopiso wayo nezinqino zayo.

10 NKOSI, ngenxa ye-Gama lako : xolela inkohlakalo yam, ngokuba inkulu.

11 Ngubanina ke umntu oyoyikayo i-NKOSI : yom-yalela indlela ayakuyinyula.

12 Umpfumlo wake wohlala wonwabile : nenzala yake ilidle ilifa ilizwe.

13 Ukuvana ne-NKOSI kokwabo bayoyikayo : ibazise umnqopiso wayo.

14 Amehlo am ahlala emi e-NKOSINI : ngokuba iyakuzikuhula elutanjeni inyawo zam.

15 Ndibéke, undenzele inceba : ngokuba ndindodwa ndibandezelekile.

16 Zidambise intlungu zentliziyo yam : ndikúpe ezimbandezelweni zam.

17 Kangela ubunziina nokwapuka kwam : uxolele zonke izono zam.

18 Kangela intshaba zam, ngokuba zininzi : zindi-tiye ngentiyo egonyamelayo.

19 Wugcine umpefumlo wam, undihlangule : mandingadani, ngokuba ndiziméla ngawe.

20 Mandilondolozwe yinyaniso nabubulungisa : ngokuba nditembele kuwe.

21 Kúlula u-Sirayeli, Tixo : ezimbandezelweni zake zonke.

I-NDUMISO XXVI.

GWEBA ityala lam, NKOSI, ngokuba ndihambe engqibelelweni yam : nditembele e-NKOSINI, andatandabuza.

2 Ndicikide, Nkosi, undilinge : uqonde intliziyo yam nezicingo zam.

3 Ngokuba inceba yako ipambi kwamehlo am : ndahamba enyanisweni yako.

4 Andahlala namaxoki : andiyikuhamba nabahana-hanisi.

5 Ndilitiyile ibandla labenzi bobubi : andiyiku-hlala nabangendawo.

6 Ndozihlamba kokumsulwa izandla zam : ndisiji-keleze isibingelelo sako, NKOSI ;

7 Ukuba ndivakalise izwi lokubulela : ndibalise ngayo yonke imimangalisó yako.

8 Nkosi, ndiyalitanda ikáya eliyindlu yako : ne-ndawo yokuhlala kobuqaqauli bako.

9 Ungawubuteli umpefumlo wam ndawonye naboni : nobomi bam ndawonye namadoda anamagazi ;

10 Wona azandla zinenkohlakalo : ezokunene zawo zizeleyo zizicengo.

11 Mna ke ndohamba engqibelelweni yam : ndi-kúlule, undenzele inceba.

12 Unyawo lwam lumi endaweni ebanzi : ndoyi-bonga I-NKOSI ndisezintlanganisweni.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XXVII.

I-NKOSI ilukányiso lwam, nomsindisi wam, ndiya-koyika banina : I-NKOSI yinqaba yobomi bam, ndi-yakoyikiswa ngubanina ?

2 Bakusondela kum abenzi bobubi ukuba bandidle : bakuza ababandezeli bam nentshaba zam, bakúbeka bawa bona.

3 Bendingafanelana ndiawlwe ngumkosi, isuke ingoyiki intliziyo yam : bendingafanelana ndipaka-nyelwe yimfazwe, ndisuke nditembe noko.

4 Ndicele nto nye e-NKOSINI, ndiyakufuna yona : yokuba ndihlale endlwini ye-NKOSI yonke imihla yobomi bam, ndibone ukulunga kwe-NKOSI, ndibuzise e-tempileni yayo.

5 Ngokuba iyandifihla emnqubeni wayo ngemini yobubi : indisitelise en-tenteni yayo, indimise eweni.

6 Ngoku ke iyakupakanyiswa intloko yam : pezu kwentshaba zam ezindifaulayo ;

7 Ndize ndinikele amadini ngovuyo endlwini yayo : ndocula, ndivume ingoma e-NKOSINI.

8 Yiva, NKOSI, ndakubiza ngezwi lam : ndenzele inceba, ndipendule.

9 Wakuti, Funani ubuso bam : yatli intliziyo yam, Ubuso bako, NKOSI, ndiyakubufuna.

10 Mus' ukubusitelisa ubuso bako kum : unga-sigxoti isicaka sako ngomsindo.

11 Waba luncedo lwam : ungandilahli, ungandishiyi, Tixo ondisindisayo.

12 Ngokuba ubawo nomá bandishiyile : yasuka I-NKOSI yandicóla.

13 Ndiyalele, NKOSI, indlela yako : ndalalise emedweni ote-tye ngenxa yabandilalelayo.

14 Ungandinikeli ekutandeni kwentshaba zam : kuba ndimelwe ngamanqina axokayo nabafuta ubunwangu.

15 Ngendipélelwe : koko bendikólwa kukuba ndokubona ukulunga kwe-NKOSI ezweni labapilileyo.

16 Lindela e-NKOSINI : yomelela, ikáliphe intliziyo yako, nditi lindela e-NKOSINI.

I-NDUMISO XXVIII.

NDIDANDULUKA kuwe, NKOSI : liwa lam, mus' ukuzenza isitúlu kum ; hleze wakuti-cwaka kum, ndifane nabahla baye emhadini.

2 Yiva izwi lokukúnga kwam ekuzibikeni kwam : ekuzipakamiseleni kwam izandla endaweni yako engewele.

3 Ungandisusi nabangendawo nabenzi benkohlakalo : abateta uxolo kubamelwane babo, benobubi ezintliziweni zabo.

4 Banike ngokwemisebenzi yabo : ngokobubi bentloni zabo.

5 Banike ngokwezenzo zezandla zabo : babuyisele ngokwempáto yabo.

6 Ngokuba abayiqondi imisebenzi ye-NKOSI, nezenzo zezandla zayo : iyakubacifa, ingabaki.

7 Mayibongwe I-NKOSI : kuba ilivile izwi lokukúnga kwam.

8 I-NKOSI ingamandla am nekáka lam ; intliziyo yam yatebela kuyo, ndancedeka : iyagcoba ke intliziyo yam, ndiyidumise ngengoma yam.

9 I-NKOSI ingamandla kwabayo : ililiwa losindiso kumtanjiswa wayo.

10 Sindisa abantu bako, usikelele ilifa lako : ubaluse ubatwale ngonapakade.

I-NDUMISO XXIX.

YINIKENI I-NKOSI, nina bonyana bo-Somandla : yinikeni I-NKOSI uzuko namandla.

2 Yinikeni I-NKOSI uzuko lwe-Gama layo : qubudani e-NKOSINI nivete ezingcwele.

3 Izwi le-NKOSI lipezu kwamanzi : u-Tixo wozuko uyadudumisa.

4 I-NKOSI ipezu kwamanzi amaninzi ; izwi le-NKOSI linamandla : izwi le-NKOSI linobungangamsha.

5 Izwi le-NKOSI lapúla imi-sedare : I-NKOSI yapúla imi-sedare yase-Lebanon.

6 Iyidlobisa njengenkonyana : i-Lebanon ne-Siriyon njengetóle lenyati.

7 Izwi le-NKOSI lilenyisa amalangatye omlilo : izwi le-NKOSI linyikimisa intlango ; I-NKOSI inyikimisa intlango yase-Kadesh.

8 Izwi le-NKOSI lizuzisa inyamakazi, lihube amalhati : e-tempileni yayo into yonke ipéla iti, Luzuko !

9 I-NKOSI yahlala kunogumbe, ilaula : I-NKOSI ihleli ingu-Kumkani ngonapakade.

10 I-NKOSI iyakubanika abantu bayo amandla : I-NKOSI iyakubasikelela abantu bayo ngoxolo.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO XXX.

NDIYAKUKUDUMISA, NKOSI, ngokuba undipakamisile : akwazivuyisa ngam intshaba zam.

2 NKOSI, Tixo wam, ndazibika kuwe : wandipilisa ke.

3 NKOSI, uwunyusile enewábeni umpefumlo wam : wandidlisa ubomi ukuba ndingehli ndiye emhadini.

4 Dumisani I-NKOSI, nina zintanda zayo : nibulele kwi-Gama layo elingcwele.

5 Ngokuba yinto yepanyazo kupéla umsindo wayo,

'ububele bayo buyinto yobomi bonke : ngokuhlwa kulalisa ukulila, kusasa kubakó ukumemelela.

6 Ke mna ndati ekonwabeni kwam, Andiyikushukunyiswa napakade : ute, NKOSI, ngobubele bako wayinqabisa intaba yami.

7 Wabusitelisa ubuso bako : ndasuka ndakwánsi-swa.

8 Ndadanduluka kuwe, NKOSI : ndakúnga e-NKOSINI.

9 Kukó nzuzo yanina egazini lam : ekuhlani kwam ndiye esihogweni ?

10 Lokudumisa na utuli : loyixela na inyaniso yako ?

11 Yiva, NKOSI, undenzele inceba : NKOSI, yiba ngumncedi wam.

12 Wakuguqula ukulila kwam kwaba kukugcoba : wandikúlula ezirwexayo, wandibinqisa uvuyo ;

13 Ukuze umpfumlo wam uvume ngawe, ungaticwaka : NKOSI, Tixo wam, ndiyakubulela kuwe ngonapakade.

I-NDUMISO XXXI.

NKOSI, ndiziméla ngawe, mandingaze ndidaniswe : ndisize ngobulungisa bako.

2 Nditobele indlebe yako : unxáme undihlangule.

3 Yiba lilwa eliyinqaba kum : indlu yemboniselo yokundisindisa.

4 Ngokuba uliliwa lam nenqaba yam : ngenxa ye-Gama lako uyakundikápa unditundeze.

5 Uyakunditola esibateni abebesigqumele mna : ngokuba uyinqaba yam.

6 Ndiwuyaleza umoya wam esandleni sako : undikúlule, NKOSI, Tixo wenyaniso.

7 Ndiibatiyile abagcina amampunge angento yanto : mna nditembele e-NKOSINI.

8 Ndiyakugcoba ndivuye ngencebá yako : ngokuba

uzibonile intsizi zam, wabazi ubunzima bompfumlo wam.

9 Akwandivingcela ngesandla sotshaba : wazimisa endaweni ebanzi inyawo zam.

10 Ndenzele inceba, NKOSI, kuba ndibandezelekile : lonakele kukatazeka iliso lam, nompfumlo wam, nomzimba wam.

11 Ngokuba bupélile lusizi ubomi bam : neminyaka yam kukuncwina.

12 Ayagexa amandla am ngobugwenxa bam : namatambo am alupele.

13 Ngenxa yababandezeli bam bonke ndaba singcikivo, ngokukodwa kubamelwane bam : ndasiso-yikiso kwabandaziyo ; abandibonayo ngapandle bandibaleka.

14 Ndilityelwe njengomfi ongasakunjulwayo : ndinjengesitya esizakuhlwa.

15 Ngokuba ndiva intle bendwane yabaninzi : ukoyika kumacala onke ; besabúnga ngam, baceba ukusasa umpfumlo wam.

16 Ke mna nditembele kuwe, NKOSI : ndité, Wena ungu-Tixo wam ;

17 Asesandleni sako amaxesha am : ndihlangule esandleni sentshaba zam, nakwabandisukelayo.

18 Kányisa ubuso bako pezu kwesicaka sako : ndisindise ngencebá yako.

19 Mandingadani, NKOSI, ngokuba ndinqula wena : makudane abangendawo, bati-cwaka encwábeni.

20 Mawubotshwe umlomo woxokayo : oteta ngenlungisa ngokusa, ngefátshi nangokudela.

21 Hayi ubukulu bokulunga kwako obubekele abakoyikayo : obenzele abaziméla ngawe, pambi konyana babantu !

22 Ubasitelisa esiténi lobuso bako ekucebani kwabantu : ubagusha emnqubeni wako ekubambaneni kwelwimi.

23 Mayibongwe I-NKOSI : ngokuba indenzele inceba engummangaliso emzini onqabileyo.

24 Ke mna ndati ekotukeni kwam : Ndinqanyulwe andabikó emehlweni ako.

25 Waliva noko izwi lokukúnga kwam : ekuzibikeni kwam kuwe.

26 Tandani I-NKOSI, nonke nina bangwele bayo : yi-NKOSI umlondolozu wabanyanisileyo, umpindezeli ngokukulu kowenza ngefathshi.

27 Yomelelani, ikálope intliziyo yenu : nonke nina nitembele e-NKOSINI.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XXXII.

HAYI inyweba yomntu osipóso sixolelweyo : osono siselelweyo !

2 Hayi inyweba yomntu engabubaleliyo I-NKOSI ubugwenxa kuye : ekungekó kukohlisa emoyeni wake !

3 Ndite ndakuti-cwaka : alupala amatambo am ngokúála kwam imihla yonke.

4 Ngokuba imini nobusuku besinzima pezu kwam isandla sako : baguquka ubumanzi bam baba kubalela kwasehlotyeni.

5 Ndaza ndakwazisa isono sam : ubugwenxa bam andabugquma.

6 Ndatl, Ndosivuma isipóso sam e-NKOSINI : wabuxolela ke ubugwenxa besono sam.

7 Ngenxa yoko mazitandaze kuwe zonke intanda zako ngexesha lokukufumana : inene, ekukúkuleni kwamanzi amaninzi akayikufika kuzo.

8 Uyindawo yokuzimela kwam, uyakundilondolozu embandezelweni : uyakundingqonga ngomemelelo lokusiza.

9 Ndiyakukuqiqisa ndikuyalele indlela owohamba ngayo : ndiyakukucebisa, iliso lam likuwe.

10 Musan' ukuba njengamahashe, njengondlebende ukungabi nangqondo' : abazivato zingumkala, nentambo yokubabopa umlomo ; bengenazo, abayikusondela kuwe.

11 Zininzi intlungu zongendawo : ke otembela e-NKOSINI, yena uyakupahlwa bububele.

12 Vuyani e-NKOSINI, nigcobe, nina malungisa : nimemelele, nina nonke bantliziyo zite-tye.

I-NDUMISO XXXIII.

MEMELELANI e-NKOSINI, nina malungisa : indumiso ibafanele abate-tye.

2 Bulelani e-NKOSINI ngohadi : yibeteleni umrube ontambo zilishumi.

3 Yivumeleni ingoma entsha : nilungise ukubeta ngelokuduma.

4 Ngokuba lite-tye ilizwi le-NKOSI : konke ekwezayo kutembekile.

5 Ngumtandi wobulungisa nomgwebo : uzele umhlaba yinceba ye-NKOSI.

6 Enzeka ngelizwi le-NKOSI amazulu : umkosi wawo wonke ngomoya womlomo wayo.

7 Ulobuta njengemfumba amanzi olwandle : ulobeka kovimba amanzi enzonzobila.

8 Mawuyoyike I-NKOSI wonke umhlaba : bayihlolele bonke abemi belimiweyo.

9 Ngokuba yateta, kwabakó : yawisa umteto yona, kwema.

10 I-NKOSI iyalitshitshisa icebo lentlanga : izipútise ingcinga zezizwe.

11 Icebo le-NKOSI limi ngonapakade : ingcinga zentliziyo yayo kwizizukulwana ngezizukulwana.

12 Hayi inyweba yohlanga olu-Tixo walo yi-NKOSI : lwabantu ebanyulileyo, baba lilifa kuyo.

13 Iqondele isezulwini I-NKOSI, iyababona bonke

onyana babantu : isendaweni yayo yokuhlala yondele kubemi bonke bomhlaba.

14 Ulobumba ngakunye intliziyo zabo : uloqonda zonke izenzo zabo.

15 Akukó kumkani usindiswa yimpi enkulu : igofa alihlangulwa ngamandla alo amakulu.

16 Ihashe asinto ingatenjwayo : nangamandla alo amakulu alinakusiza.

17 Yabona, iliso le-NKOSI likubo abayoyikayo : kwa abalindele inceba yayo ;

18 Ukuba iwuhlangule ekufeni umpefumlo wabo : ibagcine ngexesha lendlala.

19 Umpefumlo wetu ulindele e-NKOSINI : yiyo uncedo lwetu nekáka letu.

20 Iyavuya ngayo intliziyo yetu : ngokuba sitembe i-Gama layo elingewele.

21 Inceba yako mayibe pezu kwetu, NKOSI : njengo-ko sikulindeleyo kuwe.

I-NDUMISO XXXIV.

NDIYAKUYIBONGA I-NKOSI ngamaxesha onke : ihlale isemlonyeni wam indumiso yayo.

2 Umpefumlo wam uyakuqáyisa nge-NKOSI : baya-kuva abalulamileyo bavuye.

3 Yibongeni nam I-NKOSI : silipakamise kunye i-Gama layo.

4 Ndayifuna I-NKOSI, yandipendula : yandihlangula kwinto zonke endoyikiswa zizo.

5 Babéka kuyo, bakányiselwa : ubuso babo ababa nazintloni.

6 Olusizana lwadanduluka, yeva I-NKOSI : yalusi-ndisa ezimbandezelweni zalo zonke.

7 I-ngelosi ye-NKOSI ibangqingile ngenxa zonke abayoyikayo : ize ibahlangule.

8 Yivani nibone ukuba ilungile I-NKOSI : hayi inyweba yomntu otembele kuyo !

9 Yoyikeni I-NKOSI, nina bangewele bayo : ngokuba abanakuswela abayoyikayo.

10 Ingonyama ziyaswela zilambe : ke bona abayi-funayo I-NKOSI abasweli nanye into elungileyo.

11 Yizani lusapo, pulapulani kum : ndonifundisa ukoyika I-NKOSI.

12 Ngubanina obunxámeleyo ubomi : otanda imihla yokubona okulungileyo ?

13 Geina ulwimi lwako ebubini : umlomo wako ungateti inkohliso.

14 Suka ebubini, wenze okulungileyo : funa uxolo, uluputume.

15 Amehlo e-NKOSI akumalungisa : indlebe zayo zisekuzibikeni kwawo.

16 Ubuso be-NKOSI bujonge abenzi bokubi : ukuba ikunqumle emhlabeni ukukunjulwa kwabo.

17 Ayakála amalungisa, iweve I-NKOSI : iwahlangule ezimbandezelweni zawo zonke.

18 Isondele I-NKOSI kwabantliziyo yapúkileyo : iba-sindise abamoya utyunkileyo.

19 Buninzi ububi obulihlelayo ilungisa : kubo bonke iyalihlangula I-NKOSI.

20 Iyawagcina onke amatambo alo : akwapúki nalinye kuwo.

21 Ububi buyakubabulala abangendawo : abatiya amalungisa bayakulitwala ityala.

22 I-NKOSI iyawukúlula umpefumlo wezicaka zayo : akukó namnye uyakutwala ityala kwabaziméla ngayo.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO XXXV.

BAMBANA, NKOSI, nababambana nam : yilwa nabalwa nam.

2 Qubula amakáka : yima undincede.

3 Rola umkonto uvingee indlela yabandisukelayo : yiti kumpefumlo wam, Ndilusindiso lwako.

4 Mabadane bahlazeke abasukela umpefumlo wam : mababuye ngomva, babe nentloni abacinga ububi ngam.

5 Mababe njengomququ pambi komoya : ibatyále i-ngelosi ye-NKOSI.

6 Indlela yabo mayibe mnyama, ibe butelezi : ibasukele i-ngelosi ye-NKOSI.

7 Ngokuba basigqumele mna isibata kungekó sizatu : bati kungekó sizatu bawumbéle isihogo umpefumlo wam.

8 Mayimfikele intshabalalo engazi : sibambise yena isibata sake asigqumayo, eyele kuso ngentshabalalo.

9 Ugcobe ke umpefumlo wam e-NKOSINI : uvuye ngosindiso lwayo.

10 Onke amatambo am ayakuti, NKOSI, ngubanina onjengawe, ohlangula usizana koloyisayo : usizana nehlwempu kopangayo ?

11 Kusuke kwema amanqina anolunya : andibuza izinto endingazaziyo.

12 Bandibuyekeza ngobubi esikundleni sokulungileyo : uxwálekile umpefumlo wam.

13 Ke mna, xa bebesifa, ingubo zam bezezizirweyayo, ndawucinezela umpefumlo wam ngokuzila ukudla : umtandazo wam wabuyela esifubeni kum.

14 Ndazipáta njengokungati unguwetu, ngati ngumzalwana wam : ndanga ndingolilela unina ukutobeka kwam ndilusizi.

15 Ke bona balivuyela ilishwa lam bahlanganisana : ndahlanganyelwa zizinto ezingento, nendingabaziyo, bandihlalela ngentlamba, abayeka.

16 Njengabanywálazi nabagxekei : banditshixizela amazinyo.

17 Nkosi, koda kube ninina ubonela : wuhlangule umpefumlo wam kwintshabalaliso yabo, okupéla kwayo ezingonyameni.

18 Ndiyakubulela kuwe entlanganisweni enkulu : ndikubonge pakati kwabantu abaninzi.

19 Mazingandivuyeleli intshaba zam ngobuxoki : bangatyandeli ngoshiyi abanditziyayo kungekó nto.

20 Ngokuba abateti luxolo : bayacinga amazwi ekohliso ngabanobulali belizwe.

21 Bayandisinekela : bati, Tshotsho, tshotsho, abonile amehlo etu.

22 Ubonile, NKOSI : zungati-tu ke, Nkosi, ungabi kude kum.

23 Zivuse, uvuke ngenxa yebango lam, Tixo wam, Nkosi yam : ngenxa yento esibambene ngayo.

24 Gweba ityala lam ngokobulungisa bako, NKOSI Tixo wam : mabangandivuyeleli.

25 Mabangati entliziyweni yabo, Tshotsho, nantso into ebesiyifuna : mabangati, Simginyile.

26 Mabadane babe nentloni kunye abavuyela ububi bam : bambate ukudana nehlazo abazenza bakulu kunam.

27 Mabamemelele bavuye abakólwa bubulungisa bam : bahlale besiti, Mayidunyiswe I-NKOSI evuyela ukupumelela kwesicaka sayo.

28 Lona ulwimi lwam luyakuxela ubulungisa bako : nendumiso yako imihla yonke.

I-NDUMISO XXXVI.

ISONO siteta entliziyweni yongendawo, siti : Akukó koyika u-Tixo emehlweni ake.

2 Ngokuba uzicenga, asuke ati : Inkohlakalo yam ayisayikubonwa, itiyeke.

3 Amazwi omlomo wake abugwenxa nenkohliso : uyekile ukwenza ngobulumko, nokulungisa.

4 Ucinga okungendawo elukúkweni lwake, uzimisa endleleni engalungileyo : akabucekisi ububi.

5 Inceba yako, NKOSI, ifikelela emazulwini : ukutembeka kwako esibákabákeni.

6 Ubulungisa bako bunjengentaba zika-Tixo : iziwebo zako zinjengamanzi enzonzobila.

7 Ugcina abantu nenkomo, NKOSI; hayi ixabiso lenceba yako, Tixo : onyana babantu bayakubalekela etunzini lamapiko ako.

8 Bayakuhlutiswa kutyebe kwendlu yako : ubaseza emlanjeni weziyolo zako.

9 Ngokuba ukuwe umtombo wobomi : ekukányeni kwako sibona ukukánya.

10 Zuhlal' ubapáta ngobubele abakwaziyo : nangobulungisa abantliziyó zinyanisekileyo.

11 Unyawo lonefatshi malungasondeli kum : singandityáli isandla songendawo.

12 Nabo! bewile abenzi bokungendawo : batyálwe bawá, abayikuba nako ukuvuka.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XXXVII.

UNGABAQUMBELI abangendawo : ungabi namona kubenzi bobubi.

2 Ngokuba bayakusikwa kamsinyane njengencá : babune njengohlaza olupumayo.

3 Tembela e-NKOSINI, wenze okulungileyo : lime ilizwe, ungahlukani nokutembeka.

4 Woza uziyolise e-NKOSINI : ikunike okunqwene-lwa yintliziyo yako.

5 Yiyekele e-NKOSINI indlela yako : utembe yona, yokwenzela.

6 Ibuyelise njengokukánya ubulungisa bako : ne-bango lako njengemini enkulu.

7 Yiti-cwaka e-NKOSINI, ulinde kuyo : ungazivutisi ngomsindo ngonempumelelo ngendlela yake, ngomntu ofeza amaqinga angendawo.

8 Lahla umsindo, ushiye ubushushu : mus' ukuzivutisa ngomsindo, kuba oko kusingisa ekwenzeni ububi kupéla.

9 Ngokuba abenzi bobubi bayakunqanyulwa : ke bona abayitembayo I-NKOSI bayakuwudla ilifa umhlaba.

10 Kusakuba mzuzwana, angabikó ongendawo : uti wakuyikangela indawo yake, angabikó.

11 Ke bona abalulamileyo bayakuwudla ilifa umhlaba : baziylolise ngobuninzi boxolo.

12 Ongendawo uyaliceba ilungisa : ulitshixizela amazinyo ake.

13 I-Nkosi iyamhleka : ngokuba ibona ukuba iyeza imini yake.

14 Bafole irele abangendawo, bagobe isapéta sabo : ukuba bawise usizana nehlwempu, babulale abandlela zite-tye.

15 Irele labo liyakungena kwa kweyabo intliziyo : zapúke izapéta zabo.

16 Ilungile intwana elinayo ilungisa : kunentabalala abanayo abangendawo abaninzi.

17 Ngokuba ingalo zabangendawo ziyakwapúlwa : yi-NKOSI umxási wamalungisa.

18 I-NKOSI iyayazi imihla yabagqibeleleyo : ilifa labo liyakuba ngonapakade.

19 Abayikudana ngexesha lobubi : bayakuhluta ngemihla yendlala.

20 Ngokuba abangendawo bayakutshabalala : intshaba ze-NKOSI ziyakuba njengobuhle bamadlelo, zipéle njengomsi, zite-shwaka.

21 Uyaboleka ongendawo, angabuyisi : ke lona ilungisa liyapá, libabale.

22 Ngokuba abasikelelweyo ngu-Tixo bayakuwudla

ilifa umhlaba : abaqalekisiweyo nguye bayakunqanyulwa.

23 Amanyatela omntu aqiniswa yi-NKOSI : iyitande indlela yake.

24 Ewile, akayikulahlwa : kuba yi-NKOSI umxasi wesandla sake.

25 Këndaba mncinane, kungoku-nje ndimkulu : andizanga ndilibone ilungisa lishiywa, nenzala yalo ivukela isonka.

26 Imini yonke liyababala, liboleka abanye : inzala yalo inentsikelelo.

27 Suka ebubini, wenze okulungileyo : uhlele ngonapakade.

28 Ngokuba I-NKOSI itanda ubulungisa : ayizilahli intanda zayo, zigciniwe ngonapakade.

29 Bayakohlwaywa abangalungileyo : inzala yabangendawo iyakunqanyulwa.

30 Amalungisa ayakuwudla ilifa umhlaba : ahlale kuwo ngonapakade.

31 Umlomo welungisa uxela ubulumko : nolwimi lwalo luteta umgwebo.

32 Umyalelo wo-Tixo walo usentliziweni yalo : aliyikutyibilika ekuhambeni kwalo.

33 Ongendawo uyalilalela ilungisa : ufuna ukulibulala.

34 I-NKOSI ayiyikulinikela esandleni sake : ayiyikulilahla kwakutetwa ityala lalo.

35 Tembela e-NKOSINI, ugcine indlela yayo, yokupakamisa, uwudle ilifa umhlaba : ekunqanyulweni kongendawo wobonela.

36 Ndimbonile ongendawo esoyikeka : enamandla, ehluma njengomti emhlabeni wawo.

37 Ndadlula, nanko engasekó : ndamfuna, akafumaneka.

38 Mgqale ogqibeleleyo, ukangele olungisayo : ukuba kukó izivela-mva kumntu woxolo

39 Ke bona abangendawo batshatyalaliswa kupéle : izivela-mva zabo ziyanqanyulwa.

40 Usindiso lwamalungisa lupuma e-NKOSINI : iligwiba lawo ngexesha lembandezelo.

41 I-NKOSI iyawanceda, iwasindise : iwahlangule kwabangendawo, iwasindise, ngokuba aziméla ngayo.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO XXXVIII.

NKOSI, zungandohlwayi unobufalañume : unganditetisi unobushushu.

2 Ngokuba intolo zako zitshone kum : sehla kanzima kum isandla sako.

3 Akukó ndawo ipilileyo enyameni yam ngenxa yomindo wako : akukó kuqina ematanjeni am ngenxa yezono zam.

4 Ngokuba inkohlakalo yam inyuke pezu kwentloko yam : indisinda njengomtwalo onzima.

5 Amanxeba am ayanuka, adumbile : ngenxa yobudenge bam.

6 Ndigobile, nditotywe kakulu : ndihamba ndilila imini yonke.

7 Ngokuba kuyatshisa esinqeni sam : akukó ndawo ipilileyo enyameni yam.

8 Ndityafile, ndapúkile : ndikáliswe kukugecuma kwentliziyo yam.

9 Nkosi, waziwa nguwe wonke umnqweno wam : nokuncwina kwam akufihleki kuwe.

10 Ipapu lam liyabeta, ndipélelwe ngamandla : ukukanya kwamehlo am, nako oko akukó kum.

11 Abanditandayo nabaqélene nam bamele mgama ekubetweni kwam : nezalamane zam zimi kude.

12 Banditiyele abafuna umpefumlo wam : abanxámele ukuba ndihlelwe bububi bateta izinto zokweyélisela, bacamange inkohliso imini yonke.

13 Ke mna ndinjengesitulu, andiva : njengesidenge esingawuvuliyo umlomo waso.

14 Ndinjengomntu ongeva nto : omlomo ungenakupendula.

15 Ngokuba nditembele kuwe, NKOSI : kuyakupe-ndula wena, Nkosi Tixo wam.

16 Ngokuba ndati, Hleze bandivuyelele : bona abo bangazikulisayo kum ekutyibilikeni konyawo lwam.

17 Ngokuba ndikatazekile : usizi lwam luhleli lupambi kwam.

18 Ndiyakubuxela ubugwenxa bam : ndibe nesitukutezi ngenxa yesono sam.

19 Ke zona intshaba zam zipilile, zomelele : baninzi abandituyileyo bexoka.

20 Abandibuyekeza ngobubi esikundleni sokulungileyo : bayandicasa ngenxa yokuputuma kwam okulungileyo.

21 Ungandishiyi, NKOSI : Tixo wam, ungabi kude nam.

22 Káuleza undincede : Nkosi yam, Msindisi wam.

I-NDUMISO XXXIX.

NDATI, Ndiyakuzigcina indlela zam : ndingoni ngo-
Iwimi lwam.

2 Ndiyakuwugcina ngokuwubopa umlomo wam : xa ongendawo asepambi kwam.

3 Ndaba sidenge, andateta : ndati-tu nakokulungileyo ; kwabuhlungu kum oko.

4 Yaba nobushushu intliziyo yam pakati kwam : ekucamangeni kwam wavuta umlilo, ndaza ndateta ngolwimi lwam ;

5 Ndati, NKOSI, ndazise isipelo sam, nenani lemi-hla yam, ukuba lingakananina : mandikwazi ukunqamka kwam into okuyiyo.

6 Yabona, uyenze imihla yam yangangobubanzi

besandla : nobomi bam bunjengento engento pambi kwako ; ngumpunga nje bonke abantu, nakuba bemi.

7 Uhambahamba umntu enjengesitunzi nje kodwa, bafumana bexámleka : bafumba, bengazi ukuba ngubanina oyakukuzuzwa.

8 Ngoku ndiyakutembela kwinto-nina, Nkosi : itemba lam likuwe.

9 Ndihlangule kuzo zonke izigqito zam : ungandenzi into yokungcikovwa zizidenge.

10 Ndaba sidenge, andawuvula umlomo wam : ngokuba oko kwenziwe nguwe.

11 Sisuse kum isibeto sako : mna ndiyapela bubunzima besandla sako.

12 Wakumtetisa umntu ngezohlwayo ngenxa yobugwenxa, uyabonakalisa njengenundu ubuhle bake : ngumpunga nje kodwa bonke abantu.

13 Yiva umtandazo wam, NKOSI, kubekele indlebe ukuzibika kwam : ungati-tu ezinyembezi zam.

14 Ngokuba ndingumpambukeli kuwe : undwendwe njengobawo bonke.

15 Ndinamezele, kéndipile : ndingekemki, ndingabi sabikò.

I-NDUMISO XL.

NDAHLALA ndilindela e-NKOSINI : yatoba, yakuva ukuzibika kwam.

2 Yandifola emhadini wentshabalalo, naseludakeni lomxoboza : yazimisa eliweni inyawo zam, yakuqinisa ukunyatela kwam.

3 Yabeka emlonyeni wam ingoma entsha : indumiso ku-Tixo wetu.

4 Abaninzi bayakubona, boyike : batembele e-NKOSINI.

5 Hayi inyweba yalowo utembele e-NKOSINI : engabeki kwabanefatshi nabafeqa ngobumenemene.

6 NKOSI Tixo wam, zininzi izinto ozenzileyo wena,

inimangaliso nengcinga zako kuti : akukó unokulinga-niswa nawe ;

7 Okanye bendiyakuzixela nditete ngazo : ke ziyi-nkohla engenakubalwa.

8 Akunanzi dini namnikelo wakudla : indlebe zam uzivulile ;

9 Akubizanga dini litshiswayo nadini lasono : ndaza ndati, Yabona, ndizile ;

10 Emqulwini wencwadi kubálwe ngam ; ukwenza okukólekileyo kuwe, Tixo wam, ndikunanzile : umyalelo wako upakati entliziyweni yam.

11 Ndashumayela indaba ezilungileyo zobulungisa entlanganisweni enkulu : andiwubambanga umlomo wam, uyazi wena, NKOSI.

12 Ubulungisa bako andibugqumanga pakati kwe-ntliziyo yam : ndaxela ukutembeka kwako nosindiso lwako.

13 Andifihlanga inceba yako nenyano yako : entlanganisweni enkulu.

14 Wena, NKOSI, akuyikubutintela ububele bako kum : inceba nenyano yako mayihlale indilondo-loza.

15 Ngokuba zindijikele izinto ezimbi, ezide azabi nakubalwa ; bundifikele ubugwenxa bam, andinaku-bukangela : buninzi kunenwele zentloko yam, ndimke-lwe yintliziyo.

16 Ngamana, NKOSI, wandihlangula : NKOSI, káuleza undincede.

17 Mabadane babe nentloni kupéle abafuna umpe-fumlo wam, ukuze bawutshabalalise : mababuye mva bahlazeke abavuyela ububi bam.

18 Abati kum, Tshotsho, tshotsho : mabapanziswe babe nehlaho.

19 Mababe nemihlali bavuye ngawe bonke abaku-funayo : abalutandayo usindiso lwako bahlale besiti, Mayidunyiswe I-NKOSI.

20 Mna ke ndiluzizana, ndiswele : i-Nkosi iyandi-kumbulela.

21 Umncedi wam nomsindisi wam nguwe : Tixo wam, uz' ungalibali.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XLI.

HAYI inyweba yalowo unyamekela ihlwempu : ngo-mhla wobubi I-NKOSI iyakumhlangula.

2 I-NKOSI iyakumlondoloza imgcine apile ; kuyaku-tiwa unenyweba yena emhlabeni : ungamnikeli eku-tandeni kwentshaba zake.

3 I-NKOSI iyakumxása elukükweni lobulwelwe : iya-guqula konke ukugula kwake kube kukupila.

4 Nditl mna, Taru, NKOSI : pilisa umpefumlo wam, ngokuba ndonile kuwe.

5 Intshaba zam ziteta kakubi ngam : zitl, Uyakufa ninina, lipéle igama lake ?

6 Note weza kundilunguza uteta into ekohlakeleyo : intliziyo yake ibute ulunya ; upuma pandle alutete.

7 Basebezelana ngam bonke abanditiyayo : bacinga ububi ngam.

8 Bati, Unanyekwe yinto yokufa : engoleleyo nje, akayikubuye avuke.

9 Kwa nendoda ebixolelene nam, ebendiyitembe yona : ebisidla isonka sam, indipakamisele isitende sayo.

10 Wena, NKOSI, ndenzele inceba : undivuse, ndibabuyekeze.

11 Ndazi ngalento ukuba undinonelele : yokokuba lungenakundidumela utshaba lwam.

12 Mna ekugqibeleleni kwam uyandixása : undi-misa pambi kwako ngonapakade.

13 Mayibongwe I-NKOSI, u-Tixo ka-Sirayeli : kwa-sepakadeni kuse epakadeni. Amen.

I-NDUMISO XLII.

NJENGENYAMAKAZI etsalela emifuleni yamanzi : wenjenjalo ukutsalela kuwe, Tixo, umpefumlo wam.

2 Umpefumlo wam unxanela u-Tixo, u-Tixo opili-leyo : ndiyakufika ninina ndibonakale ebusweni buka-Tixo ?

3 Inyembezi zam zaba kukudla kwam imini nobusuku : bakuti kum imihla yonke, Upina u-Tixo wako ?

4 Ndikumbula oku, ndiwupalazela kum umpefumlo wam : ukuhamba kwam nesihlewe ndisiya naso endlwini ka-Tixo,

5 Sinezwi lokumemelela nokubulela : siyingxokolo evuyayo.

6 Kunganina ukuba usibekeke, mpefumlo wam : kunganina ukuba ugule ngapakati kwam ?

7 Lindela ku-Tixo, ngokuba ndisakubuye ndibulele kuye : olusindiso lobuso bam.

8 Tixo wam, umpefumlo wam usibekekile kum : ngenxa yoko ndikumbula wena ezweni lase-Yordan, nakwele-Hermon, entabeni ye-Mitsare.

9 Inzulu zamanzi zibizelana ngesandi sengxangxasi zako : onke amaza ako adlule pezu kwam.

10 Emini I-NKOSI iyakuyiwisela umteto inceba yayo : nasebusuku ukuvuma ngaye kunam, ukutandaza ku-Tixo wobomi bam.

11 Ndiyakuti ku-Tixo oliwa lam, Undilibele nganina : ndihambela-nina ndilila ngenxa yokuxina kotshaba ?

12 Ngento ephlayo ematanjeni am : bayandingciva abandibandezelayo,

13 Ngokuti kwabo kum imihla yonke : Upina u-Tixo wako ?

14 Kunganina ukuba usibekeke, mpefumlo wam : kunganina ukuba ugule ngapakati kwam ?

15 Lindela ku-Tixo, ngokuba ndisakubuye ndibulele kuye : olusindiso lobuso bam no-Tixo wam.

I-NDUMISO XLIII.

GWEBE ityala lam, Tixo, ubambane ngenxa yam nohlanga olungenanceba : ndisindise endodeni ekohlisayo enobugqweta.

2 Ngokuba ungu-Tixo oyingqaba yam ; undilahlele-nina : ndihambela-nina ndilila ngenxa yokuxina kotshaba ?

3 Tuma ukukanya kwako nenyano yako, zindikape : zindise entabeni yako engewe, nasendaweni yokuhlala kwako.

4 Ndoya ke esibingelelweni sika-Tixo, ku-Tixo wovuyo lwam olugeobayo : ndibulele kuwe ngohadi, Tixo ongu-Tixo wam.

5 Kunganina ukuba usibekeke, mpefumlo wam : kunganina ukuba ugule ngapakati kwam ?

6 Lindela ku-Tixo : ngokuba ndisakubuye ndibulele kuye, olusindiso lobuso bam no-Tixo wam.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO XLIV.

TXISO, sivile ngendlebe zetu, obawo basibalisele : ngomsebenzi owawenza ngemihla yabo, ngemihla yamandulo.

2 Okokuba wazigxota intlanga ngesandla sako, wabatyalala bona : wazivikiva izizwe, wabandisa bona.

3 Ngokuba abalizuzanga ilizwe ngefele labo : abazisindisanga ngengalo yabo ;

4 Sisandla sako sokunene, nengalo yako, noku-kanya kobuso bako : ngokuba wabunesisa kubo.

5 Nguwe u-Kumkani wam, Tixo : yitsho kubekolusindiso ku-Yakobi.

6 Ngawe sobangqula abasibandezelayo : nge-Gama lako sobagqusha abasukela pezulu kuti.

7 Ngokuba andiyikusitemba isapêta sam : andingesindewa lirele lam.

8 Inguwe osisindisileyo kwabo basibandezelayo : wabadanisa abasitiyileyo.

9 Ngo-Tixo siqâyisa imihla yonke : sibulele kwi-Gama lako ngonapakade.

10 Noko ke usilahlele, usihlazile : akwapuma nemikosi yetu.

11 Usibuyise ngomva pambi kombandezeli : abasitiyileyo bayasipânga ngokutanda kwabo.

12 Wasinikela njengegusha ezidliwayo : wasicita-cita ezintlangeni.

13 Watengisa ngabantu bako ungabizanga nto : akwazuza nto ngexabiso labo.

14 Wasenza isingcikivo kubamelwane betu : isigculelo nesicukucezo kwabasijikelezileyo.

15 Wasenza umzekeliso ezintlangeni : abokuhlunguzelelwa intloko ezizweni.

16 Yonke imihla ihlazo lam lipambi kwam : nokudana kobuso bam kundigubungele;

17 Ngenxa yezwi lomngcikivi nomnyelisi : ngenxa yotshaba nompindezeli.

18 Oku konke kusifikele; asikulibalanga wena : asipambukanga emnqopisweni wako.

19 Ayibuyanga ngomva intliziyo yetu : amanyatela etu akatyekanga endleleni yako;

20 Ukuba usityumze endaweni enempungutye : usigubungele ngetunzi lokufa.

21 Ukuba besililibe i-Gama lika-Tixo wetu, sazolulela kutixo wasemzini izandla zetu : u-Tixo ubengayikupengula na lonto? ngokuba ezazi imfihlelo zentliziyo.

22 Ngenxa yako sibulawa imihla yonke : kutiwa sizigusha zokuxélwa.

23 Pakama, ulele nganina, NKOSI : vuka, ungasilahli ngonapakade.

24 Ubusitelisela-nina ubuso bako : ukulibale ukucinezelwa nokuxinwa kwetu?

25 Ngokuba utotyelwe elutulini umpfumlo wetu : sanamatela emhlabeni isisu setu.

26 Pakama, ube luncedo lwetu : usikúlule ngenxa yenceba yako.

I-NDUMISO XLV.

INTLIZIYO yam ipupuma indawo entle : into endiyenzayo isingise kukumkani.

2 Ulwimi lwam lusiba : lombâli okâulezayo.

3 Umhle wena ngapezu kwabantwana babantu : kugalelwe ubumnandi emlonyeni wako, ngenxa yoko ukusikelele u-Tixo ngonapakade.

4 Binqa irele lako etangeni, wena roti : binqa ubukulu nobungangamsha bako.

5 Uti ngobungangamsha bako ukwêle uhambe : ngenxa yenyano nolulamo nobungisa, sikuyale ngezinto ezoyikekayo isandla sako sokunene.

6 Intolo zako zitsolile; kuyakuwa izizwe pantsi kwako : zitsho entliziyweni zentshaba zokumkani.

7 I-trone yako, Tixo, ingunapakade : yintonga ete-tye intonga yobukumkani bako.

8 Watanda ubungisa, watiya okungendawo : ngenxa yoko ukutambisile u-Tixo, u-Tixo wako, ngeoli yovuyo ngapezu kwabalingane bako.

9 Zinevumba le-more, nekâla, ne-kasiya ingubo zako zonke : emabotweni empondo zendlovu ihadi zikuvuyisile.

10 Kukò intombi zokumkani pakati kwabatandekileyo bako : ukumkanikazi umi ngasekunene kwako, enxibe i-golide yase-Ofire.

11 Yiva, ntombi, ubone, utobe indlebe yako : ubalibale abantu bakowenu nendlu kayihlo;

12 Asuke abunqwenele ubunzwakazi bako ukumkani : woqubuda kuye, ngokuba eyi-Nkosi yako.

13 Intombi ye-Tire iyakuza nomnikelo : zize izityebi zabantu ngokunga zingaköliseka kuwe.

14 Inobuhle kanye intombi yokumkani egumbini layo : isambato sayo sesilukwe nge-golide.

15 Iyakusiwa kukumkani inengubo ezimfakamfele : intombi ziyilandela ezingowayo ziyakusiwa nazo kuwe.

16 Ziyakusiwa ngovuyo nangomgcobo : zingene ebotweni lokumkani.

17 Endaweni yoyihlo iyakuba ngonyana bako : oyakubamisa babe zinkosi emhlabeni wonke.

18 Ndiyakulikankanya igama lako kuzo zonke izizukulwana : ngenxa yoko izizwe ziyakubulela kuwe ngonapakade.

I-NDUMISO XLVI.

U-TIXO ulihlali uligwiba kuti : ezimbandezelweni ufumaneka eluncedo kunene.

2 Ngenxa yoko asiyikoyika, nakuba kupenduke ilizwe : nentaba zidilikele esazulwini solwandle ;

3 Nakuba amanzi alo agqume alepúze : zinyikime intaba ngokukúkúmalá kwalo.

4 Kukó umlambo ozibáxa zawo zivuyisa umzi ka-Tixo : indawo engewele y-Opezu konke.

5 U-Tixo upakati kwawo, awuyikushukunyiswa : u-Tixo uyakuwunceda kwasekuzeni kokusa.

6 Zaxokozela intlanga, zazanyazanyiswa izizwe : wakúpa izwi lake, wanyibilika umhlaba.

7 I-NKOSI yemikosi inati : u-Tixo ka-Yakobi uyinqaba yetu.

8 Yizani, nikangele imisebenzi ye-NKOSI : izicítakalo ezenzileyo emhlabeni.

9 Ulopélisa imfazwe kude kuse ezipélweni zo-

mhlaba : uyapúla isapéta, ashunqule umkonto, atshise inqwelo zokulwa ngomlilo.

10 Yekani, nazi ukuba ndingu-Tixo mna : ndiyakupakanyiswa ezintlangeni, ndiyakupakanyiswa emhlabeni.

11 I-NKOSI yemikosi inati : u-Tixo ka-Yakobi uyinqaba yetu.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XLVII.

BETANI izandla, nonke zizwe : dumani ku-Tixo ngezwi lokumemelela.

2 Ngokuba I-NKOSI ipezu konke, yoyikeka : ingukumkani omkulu emhlabeni wonke.

3 Yazitoba pantsi kwetu izizwe : intlanga pantsi kwenyawo zetu.

4 Yasinyulela ilifa letu : iqáyiya lika-Yakobi eyamtandayo.

5 U-Tixo unyukile, kudunywa : I-NKOSI, kuhlokoma isigodlo.

6 Dumisani u-Tixo wetu, mdumiseni : dumisani ukumkani wetu, mdumiseni.

7 Ngokuba u-Kumkani womhlaba wonke ngu-Tixo : mdumiseni nina ngeyamaciko.

8 U-Tixo uyazilaula intlanga : u-Tixo uhleli etroneni yake engewele.

9 Izikulu zezizwe zihlanganisene, abantu bo-Tixo ka-Abraham : ngokuba amakáka omhlaba ngaka-Tixo ; upakanyiswe kunene.

I-NDUMISO XLVIII.

INKULU I-NKOSI, yeyokudunyiswa kunene : emzini ka-Tixo wetu, entabeni yake engewele.

2 Intle ukupakama kwayo intaba ka-Tsiyon,

ivuyisa umhlaba wonke : intlomo yangasentla, umzi wo-Kumkani omkulu.

3 U-Tixo emabotweni ayo : wazixela ukuba uyinqaba.

4 Kuba okumkani bahlanganisene : bawela, beza kunye.

5 Babona, banovalo : botúka, basaba besoyika.

6 Babanjwa kóna kukungcangazela : banenimba njengomfazi ozalayo.

7 Ngomoya wasempumalanga : uyazapúla inqanawa zase-Tarshishe.

8 Njengoko sikuvileyo, sibone kunjalo emzini we-NKOSI yemikosi, emzini ka-Tixo wetu : u-Tixo uyakuwuzinzisa ngonapakade.

9 Sayikúmbula, Tixo, inceba yako : sise-tempileni yako.

10 Njengoko linjalo i-Gama lako, Tixo, lunjalo udumiso lwako, kwesa ezipélweni zomhlaba : isandla sako sokunene sizele bubulungisa.

11 Mayivuye intaba ka-Tsiyon, agcobe amagxamesi akwa-Yuda : ngenxa yezigwebo zako.

12 Yijikelezeni i-Tsiyon, niyizunguleze : zibaleni inqaba zayo.

13 Gqalani indonga zayo, nihambahambe pakati kwamabotwe ayo : ukuze nibalisele isizukulwana esizayo.

14 Ngokuba lo-Tixo ngu-Tixo wetu ngonapakade : nguye oyakusikápa kude kube sekufeni.

I-NDUMISO XLIX.

YIVANI oku, nina nonke zizwe : bekani indlebe, nina nonke bemi bomhlaba ; .

2 Nina bonyana boluntu, nani bonyana babantu : nina zityebi, nani mahlwempu kunye.

3 Umlomo wam uzakuteta ubulumko : nokuca-manga kwentliziyo yam koba kukuqonda.

4 Ndiyakuyitobela emzekelisweni indlebe yam : ndiyakuyivulela ngohadi intsonkota yam.

5 Ndooyikela-nina emihleni yobubi : xa ubugwenxa babandilumkisayo bundijikelezayo ?

6 Abo batemba imfuyo yabo : baqáyise ngobuninzi bobutyebi babo.

7 Akukò bani unokukúlula umzalwana : anikele ku-Tixo ixabiso lompefumlo wake ;

8 (Ngokuba siqabile isikúlulo sompefumlo wabo : masincanywe ngonapakade),

9 Lokuba ahlale esidla ubomi ngamaxesha onke : angasiboni isihogo.

10 Ngokuba ebona izilumko zibúbá : zidaka kunye izidenge nezityakala, zishiye nabanye imfuyo yabo.

11 Bati entliziyweni yabo, izindlu zabo zezapakade, nemizi yabo ikwizizukulwana ngezizukulwana : bayitye imihlaba ngamagama abo.

12 Ke umntu enobuhandiba akanakuhlala : ufana nenkomo ezi zitshabalalayo.

13 Yiyo le indlela yabaqáyasayo : neyabo babalandelayo bekóliswa ngumlomo wabo.

14 Bamiselwe isihogo njengomhlambi wegusha ; ukufa kuyabalúsa ; amalungisa ayakubalaula kwakusa : isimilo sabo siyakonakala encwábeni, singabi nandawo yokuhlala.

15 Kodwa u-Tixo uyakuwukúlula umpefumlo wam emandleni encwába : ngokuba eyakunditabata.

16 Ungoyiki wena, akuba sityebi umntu : bakwandiswa ubuhandiba bendlu yake ;

17 Ngokuba ekufeni kwake akayikutabata nento : abuyikuhla emva kwake ubuhandiba bake.

18 Nakuba umntu ekudleni kwake ubomi ebewusikelela umpefumlo wake : (bakuncome abantu ngokuzicwáyitisa kwako) ;

19 Uyakuya noko esizukulwaneni soyise : abayikukubona ukukánya napakade.

20 Umntu lo, enobuhandiba, engaqondi : ufana nekomo ezi zitshabalalayo.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO L.

U-TIXO, kwa u-Tixo I-NKOSI, utetile : wawubiza umhlaba etabatela ekupumeni kwelanga esa ekutshoneni kwalo.

2 Ese-Tsiyon, ukupéla kwenzwana : uyakazimla u-Tixo.

3 Makeze u Tixo wetu, angati-cwaka : kudla umlilo pambi kwake, ngenxa zonke kuye sisaqwiti esikulu.

4 Ubiza amazulu pezulu : nomhlaba, ukuze agwebe pakati kwabantu bake.

5 Zihlanganiseleni kum intanda zam : ezenze umnqopiso nam ngedini.

6 Amazulu axela ubulungisa bake : ngokuba u-Tixo eza kugweba yena.

7 Yivani, bantu bam, nditete; ndinqine kuwe, Sirayeli : ndingu-Tixo, u-Tixo wako.

8 Andiyikukohlwaya ngenxa yemibingelelo yako : namadini ako atshiswayo ahleli epambi kwam.

9 Andiyikutabata nkomo emzini wako : na-bokwe ezibayeni zako.

10 Ngokuba zezam zonke inyamakazi zasehlatini : nenkomo ezisezintabeni eziliwaka.

11 Intaka zonke ezisezintabeni ndiyazazi : nezintu zasendle zizezam.

12 Ukuba bendilambile, bendingayi kukuxetela : ngokuba lelam elimiweyo nenzaliseko yalo.

13 Ndingayidla inyama yenkunzi na : ndisele negazi le-bókwe ?

14 Nikela ku-Tixo idini lombulelo : uzizalise k-Opezu konke izibambiso zako.

15 Undibize ngemini yembandezelo : ndikuhlangule, undizukise.

16 Ke kongendawo uti u-Tixo : Ukuzeke pina wena ukuxela ummiselo wam, uwupáte ngomlomo wako umnqopiso wam ?

17 Ulutiyile nje ululeko : uwaposa nje amazwi am emva kwako.

18 Xa ubona isela, ukólana nalo : wabelane naba-rexezi.

19 Umlomo wako uwuyekele ehubini : nolwimi lwako lutungela inkohliso.

20 Uti uhlale utete ngomzalwana wako : umhlebe umta-ka-nyoko.

21 Uzenzile ezonto, ndati-tu ; waba ndinjengawe : ke ndiyakukohlwaya, ndiziwangaise emehlweni ako.

22 Kániqonde oko, nina nimlibalayo u-Tixo : hleze ndiqwenge kungabikó uhlangulayo.

23 Onikela idini lombulelo uyandizukisa : alungise indlela endingambonisa kuyo usindiso luka-Tixo.

I-NDUMISO LI.

TARU, Tixo, ngokwenceba yako : ngokobuninzi benceba yako cima izigqito zam.

2 Ndihlambe kunene busuke ubugwenxa bam : undihlambulule esonweni sam.

3 Ngokuba ndiyazivuma izigqito zam : iscno sam sihleli sipambi kwam.

4 Kuwe, kuwe wedwa ndonile, ndenza okubi emehlweni ako : ukuze ube lilungisa ekuteteni kwako, ucace ekugwebeni kwako.

5 Yabona, ndazalelwa enkohlakalweni : ndakáulwa ngumá esonweni.

6 Yabona, utanda inyaniso entliziyweni : undazisa ubulumko engqondweni.

7 Ndihlambulule isono nge-hisope, ndihlambuluke : ndihlambe, ndibe mhlope kuneképu.

8 Ndivise imihlali nemivuyo : agcobe amatambo owatyumzileyo.

9 Sitelisa ubuso ezonweni zam : ubucime bonke ubugwenxa bam.

10 Dala pakati kwam intliziyo engeweke, Tixo : uhlaziye umoya oqinisekileyo pakati kwam.

11 Zungandilahli ebusseni bako : u-Moya wako oyingeweke ungamsusi kum.

12 Buyisela kum uvuyo losindiso lwako : undixáse ngomoya wentumekelelo.

13 Ndobafundisa abangendawo indlela zako : babuyele kuwe aboni.

14 Ndihlangule etyaleni lamagazi, Tixo, Tixo ondisindisayo : lomemelela ngobulungisa bako ulwimi lwam.

15 Wuvule umlomo wam, Nkosi : uvakalise indumiso yako.

16 Akutandi dini, ngendikunika lona : akutandi dini lakutshiswa.

17 Amadini ka-Tixo ngumoya owapukileyo : intliziyo eyapukileyo etyunkileyo akuyikuyidela, Tixo.

18 Yenzele okulungileyo i-Tsiyon ngokukólekileyo kuwe : yaká indonga ze-Yerusalem.

19 Wauyakukóliswa ngamadini obulungisa, namadini okutshiswa napéleleyo : babeyakunikela nenkabi esibingelelweni sako.

I-NDUMISO LII.

UQAYISELA nina, wena goṛa : ngenkohlakalo yako ?

2 Buhleli bukó nje : ububele buka-Tixo.

3 Ulwimi lwako lucinga intshabalaliso njengesitshetshe esiloliweyo : wena usebenzayo inkohliso.

4 Utanda okubi kunokulungileyo : nobuxoki kunokuteta ubulungisa.

5 Utanda onke amazwi ahlabayo : wena lulwimi lukohlisayo.

6 Naye u-Tixo uyakukudiliza kupéle : uyakukuxwila, akuncotule en-tenteni yako, akudonyule ezweni labapilileyo.

7 Abone amalungisa, oyike : amhleke, atsho ukuti,

8 Nanko umntu ongamenzanga igwiba lake u-Tixo : owatamba ubuninzi bobutyebi bake, wazomeleza enkohlakalweni yake.

9 Ke mna ndinjengomnquma oluhlaza endlwini ka-Tixo : nditemba inceba ka-Tixo ngonapakade.

10 Ndiyakubulela kuwe ngonapakade, kuba ukwezile oku : ndiyakutemba i-Gama lako, ngokuba lilungile, pambi kwentanda zako.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO LIII.

SITE isidenge entliziyweni yaso : Akukó Tixo.

2 Basebenze okubi, balisikizi ngenkohlakalo yabo : akukó wenza okulungileyo.

3 U-Tixo esezulwini uqondele konyana babantu : ukubona ukuba ukó na oqiqayo, ofuna u-Tixo.

4 Bonke babuye ngomva, bancólile, bepélele : akukó wenza okulungileyo, akukó nokuba abe mnye.

5 Abanakwazi na abasebenzi bokungendawo : abati bebadla abantu bam, batl badla isonka, bangamnquli u-Tixo ?

6 Apo babesoyika, pofu bekungekó soyikiso : ngokuba u-Tixo wawati-sa amatambo alowo wakuṛaulayo ngomkosi, wabadanisa, ngokuba u-Tixo ebacekisile.

7 Akwaba bekuvela e-Tsiyon ukusindiswa kwama-Sirayeli : ekubuyiseni kuka-Tixo abantu bake eku-tinjweni,

8 Wogcoba u-Yakobi : avuye u-Sirayeli.

I-NDUMISO LIV.

TIXO, ndisindise nge-Gama lako : uligwebe ityala lam ngamandla ako.

2 Tixo, yiva umtandazo wam : wabekele indlebe amazwi omlomo wam.

3 Ngokuba abasemzini basukela pezulu kum : nabanobuncwangu banxamele umpefumlo wam ; abamisi u-Tixo pambi kwabo.

4 Yabona, u-Tixo ngumncedi wam : i-Nkosi ikwabasekela umpefumlo wam.

5 Uyakubuyisela ububi kwabandilalelayo : ngenyaniso yako ubabangise.

6 Ndiyakubingelela kuwe ngokuqútywa yintliziyo : ndiyakubulela kwi-Gama lako, NKOSI, kuba lilungile.

7 Ngokuba indihlangule embandezelweni yonke : iliso lam likubonile okwenziwe kwintshaba zam.

I-NDUMISO LV.

WUBEKELE indlebe umtandazo wam, Tixo : ungazifihli esikúngweni sam.

2 Ndipulapule undipendule : ndiyangqunga eku-camngceni kwam ndincwine ;

3 Ngenxa yelizwi lotshaba, ngenxa yokundinxizelela kwabangendawo : ngokuba banditululela ilishwa, bandisukela ngomsindo.

4 Intliziyo yam itunukele pakati kwam : izitúso zokufa zindiwele.

5 Ukoyika nokututumela kudingene : nokunkwantya kundigubungele.

6 Ndati, Andaba bendinamapiko njengehobe : bendiyakupapazela ndimke, ndipumle.

7 Bendiyakubalekela kude : ndihlale entlango.

8 Bendiyakukáuleza ndisinde : emoyeni ovutuzayo naseluwiteleni.

9 Tshabalalisa, Nkosi, yahlula ulwimi lwabo : ngokuba ndibone ukugonyamela nokubambana pakati komzi.

10 Imini nobusuku bajikeleza ezindongeni zawo : ubungendawo nokwapúla kupakati kwawo.

11 Ukweyelisela kupakati kwawo : endaweni yembuto yawo akusuki ukuxinezela nokukohlisa.

12 Ngokuba asilutshaba olu lundingcikovayo : bendiyakutwala oko ;

13 Asingonditiyileyo lo uzikúlisayo kum : bendiyakusitela kuye.

14 Nguwe mntu ubungumlingane wam : ikólwane lam endazana nalo.

15 Besivisisana kamnandi : saya endlwini ka-Tixo kunye nesihlwele.

16 Ukufa makubaqubule, mabehle baye kwelabafileyo bepilile : ngokuba ububi busemizini yabo pakati kwabo.

17 Mna ke ndinqula u-Tixo : I-NKOSI iyakundisindisa.

18 Ngokuhlwa, nakusasa, nasemini enkulu ndiyakuzibika ndincwine : iyakuliva izwi lam.

19 Iwukúlule umpefumlo wam unoxolo, ukuze bangasondeli kum : ngokuba babe baninzi abandicásayo.

20 U-Tixo uyakuva, abapendule ohleli elaula kwasepakadeni : abangenanguquko bengamoyiki u-Tixo.

21 Lomntu ubase izandla abaxolelene naye : uwapúle umnqopiso wake.

22 Wabutelezi njengamasi umlomo wake, ke yimfazwe intliziyo yake : abetambile amazwi ake ngapezu kwe-oli, kanti azintlangoti zezele.

23 Umtwalo wako wulahlele e-NKOSINI, yokuzimasa : ayiyikuliyekela ilungisa lishukunyiswe napa-kade.

24 Wena ke, Tixo : uyakubahlisela emnxunyeni wesihogo ;

25 Abantu bamagazi nenkohliso abayikugqiba nesiqingata semihla yabo : ke mna ndiyakutembela kuwe.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO LVI.

YIBA nofefe kum, Tixo, ngokuba abantu bendi-zonda : bandixinile besilwa yonke imini.

2 Abandilalelayo bandizonda yonke imini : ngokuba baninzi abalwa nam bezipakamisile.

3 Mhlana ndoyikayo : ndiyakutembela kuwe.

4 Ndiyakulidumisa ngo-Tixo ilizwi lake : nditembele ku-Tixo, andiyikoyika ; unokundenza nto-nina umntu ?

5 Yonke imini bayawapambanisa amazwi am : zingam zonke ingcinga zabo zobubi.

6 Bayaqukana, bazifihle : bayaqala ukuhamba kwam, bewulalela umpefumlo wam.

7 Bekohlakele nje bosinda na : zitobe ngomsindo izizwe, Tixo.

8 Izidungudelo zam uzibalile wena : yitá inyembezi zam entsubeni yako : azisencwadini yako na ?

9 Ziyakubuya ngomya ke intshaba zam mhlana ndibizayo : ndiyakwazi oku, ukuba u-Tixo unam.

10 Ndiyakulidumisa ngo-Tixo ilizwi lake : ndiyakulidumisa nge-NKOSI ilizwi layo.

11 Nditembele ku-Tixo, andiyikoyika : unokundenza nto-nina umntu ?

12 Zipezu kwam, Tixo, izibambiso zam : ndokuni-kela amadini okubulela.

13 Ngokuba uwuhlangule ekufeni umpefumlo wam : inyawo zam akuzigcinanga na, zingakubeki ? ukuba ndihambe pambi ko-Tixo ekukanyeni kobomi.

I-NDUMISO LVII.

YIBA nofefe kum, Tixo, yiba nofefe kum, ngokuba umpefumlo wam uziméle ngawe : ndosabela esitunzini samapiko ako, kude kudlule inxwaleko.

2 Ndiyakubizela ku-Tixo Opezu konke : kwa ku-Tixo ondifezelayo konke.

3 Uyakutuma esezulwini, andisindise : engcikiva nje ondizondayo.

4 U-Tixo uyakutuma inceba nenyano yake : ndolala pantsi, nakuba umpefumlo wam upakati kwengonyama.

5 Onyana babantu bangumlilo : amazinyo abo ayimikonto nentolo, ulwimi lwabo lulirele elibukáli.

6 Zipakamisele ngapezu kwamazulu, Tixo : lube pezu komhlaba wonke uzuko lwako.

7 Isibata basilungisele inyawo zam, umpefumlo wam bawutobile : bandimbéla isihogo, beyele kuso ngokwabo.

8 Izimasekile intliziyo yam, Tixo, izimasekile intliziyo yam : ndiyakuvuma, ndidumise.

9 Vuka, mpefumlo wam, vukani, luhadi nogwali : ndiyakusipangela isifingo.

10 Ndiyakubulela kuwe, Nkosi, pakati kwezizwe : ndikudumise pakati kwentlanga.

11 Ngokuba inkulu yada yaya emazulwini inceba yako : yada yesa esibákabákeni inyaniso yako.

12 Zipakamisele ngapezu kwamazulu, Tixo : lube pezu komhlaba wonke uzuko lwako.

I-NDUMISO LVIII.

YINENE na kodwa ukuba niteta ubulungisa, nina zikulu : nigweba ngokulunga onyana babantu ?

2 Hayi, entliziyweni yenu nisebenza okungendawo : ezweni nilinganisela ukugonyamela kwezandla zenu.

3 Abakohlakeleyo bapambukile kwasekuveleni

kwabó : bayapambuka kususela ekuzalweni kwabo, beteta ubuxoki.

4 Banobuhlungu obunjengobuhlungu benyoka : banjengenkwakwa ezenza isitulu, evingca indlebe zayo ;

5 Ukuze ingaliva izwi labanyangi : nelencibi zomabo.

6 Yapule amazinyo abo, Tixo, emilonyeni yabo : uwapule amabamba engonyama, NKOSI.

7 Mabagqite bemke, njengamanzi akáulezayo : bakutola ngentolo zabo mazinge zishunquke.

8 Mababe njengenkumbá ehamba inyibilika : nje-ngemfa-mbilini ezingazanga zibone ilanga.

9 Zingekafudunyezwa zintsasa imbiza zenu : yakuçita konke ngesaqwiti, inyama namalahle kunye.

10 Liyakuvuya ilungisa, lakuyibona impindezelo : liyakuzihlamba inyawo egazini longendawo.

11 Ati umntu, Inene, kukó umvuzo kolilungisa : inene, ukó u-Tixo ogwebayo emhlabeni.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO LIX.

NDIHLANGULE ezintshabeni zam, Tixo wam : ndimise pezulu pezu kwabo bandisukelayo.

2 Ndihlangule kubasebenzi bokungendawo : ndisindise ebantwini bamagazi.

3 Ngokuba bewulalela umpefumlo wam : baqukana ngam abanamandla ; kungekó sigqito, NKOSI, kungekó sono kum.

4 Ndingenabugwenxa nje bagidima, baxóbe : vuka, undikáulele ubone.

5 Wena NKOSI, Tixo wemikosi, Tixo ka-Sirayeli, yima uzivelele zonke intlanga : ungabenzeli inceba abaqayo kuwe, bengabagqiti.

6 Bayabuya ngokuhlwa : bayavungama njengenja, bawuhambahambe umzi.

7 Nabo, bebodla ngomlomo ; ngamafele emilonyeni yabo : bati, Kuwiwa ngubanina ?

8 Wena, NKOSI, uyakubahleka : uzigeulele zonke intlanga.

9 Wena mandla am, ndiyakulinda kuwe : kuba u-Tixo uyingqaba yam.

10 U-Tixo wam uyakundikáulela ngobubele bake : u-Tixo uyakundibonisa okwenziwe kwabandilalelayo.

11 Ungababulali, hleze balibale abantu bakowetu : babádulise ngamandla ako, ubawise pantsi, Nkosi, káka letu.

12 Isono somlomo wabo lilizwi abalitetayo : mababanjiswe lifatshi labo : nangenxa yokushwabula nobuxoki ababutetayo.

13 Bagqibe ngobushushu bako, bagqibe, bangabi sabikó : baqonde ukuba u-Tixo ngumlauli kwa-Yakobi, wesa ezipélweni zomhlaba.

14 Bayabuya ngokuhlwa : bayavungama njengenja, bawuhambahambe umzi.

15 Bayabádula befuna ukudla : bati, xa bengahlutanga, bagqibe ubusuku bonke.

16 Ke mna ndiyakuvuma ngamandla ako, ndimemelele ngobubele bako kwakusasa : kuba ubuyinqaba kum, nendawo endisabela kuyo ngemini yokubandezelwa kwam.

17 Mandla am, ndiyakukudumisa : ngokuba u-Tixo uyingqaba yam, engu-Tixo onenceba kum.

I-NDUMISO LX.

TIXO, usilahlile, wasicita : waba nomsindo ; ngamana wasibuyisa.

2 Uwunyikimisile umhlaba, waza wacandeka : pilisa intánda zawo, ngokuba ushukuma.

3 Ubabonisele abantu bako into elukuni : wasiseza i-wayine ehexasayo.

4 Ubanikile i-banile abakoyikayo : ukuba bayipakamise ngenxa yenyano.

5 Ukuze zihlangulwe intanda zako : sindisa ngesandla sako sokunene, undipendule.

6 U-Tixo utete ngobungwele bake; Ndivuyelela, ndicande i-Shekem : ndiyilinganisele intili yase-Sukoti.

7 Yeyam i-Giliyadi, ngowam u-Manase : u-Efrayim sisigcina-ntloko sam; u-Yuda yintonga yam yaulo.

8 U-Mowabi sisitya sam sokuhlambela; ndosiposa ku-Edom isihlangu sam : wena Filisiti, duma ngenxa yam.

9 Ngubanina oyakundisa emzini onqatyisiweyo : ngubanina owondikapela kwa-Edom ?

10 Akusilahlanga na, Tixo : akupumi, Tixo, nemi-kosi yetu.

11 Sincede kumbandezeli wetu : alunto yanto usindiso lwabantu.

12 Ngo-Tixo siyakweyisa : nguyeyakubagqusha ababandezeli betu.

I-NDUMISO LXI.

KUVE, Tixo, ukuhlhlamba kwam : wubekele indlebe umtandazo wam.

2 Ndiyakudanduluka kuwe ndisesipelweni somhlaba : ekutyafeni kwentliziyo yam.

3 Ndikapele eliweni elindinqabeleyo : ngokuba waba lihlati lam, inqaba eqinileyo pambi kotshaba.

4 Mandihlale en-tenteni yako ngonapakade : ndizimele ngesitê lamapiko ako.

5 Ngokuba wena, Tixo, uzivile izibambiso zam : ubanike ilifa abaloyikayo i-Gama lako.

6 Uyakongeza imihla emihleni yokumkani : iminyaka yake iyakuba njengezizukulwana ngezizukulwana.

7 Uyakuhlala e-troneni ngonapakade pambi ko-Tixo : ummisele inceba nyenyaniso, ukuba zimlondo-loze.

8 Kukona ndiyakulidumisa i-Gama lako ngonapakade : ndizizalise izibambiso zam imihla ngemihla.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO LXII.

ULINDELA ku-Tixo kwapela umpfumlo wam : kuvela kuye ukusindiswa kwam.

2 Nguyeyakwela iliwa lam, umsindisi wam, inqaba yam : andiyikushukunyiswa kakulu.

3 Kuninina nisuka indulumbane emntwini : nimwisa nonke nipela enjengodonga oluzimkayo, enjengotango oluwayo.

4 Bagqibe kwelokuba bamtyale bamsuse ekupakameni kwake kupela, betanda ubuxoki : bayasikelela ngomlomo, kanti ngentliziyo bayaqalekisa.

5 Ziyekele ku-Tixo yedwa, mpfumlo wam : ngokuba livela kuye itemba lam.

6 Nguyeyedwa iliwa lam, nomsindisi wam, nehlati lam : andiyikushukunyiswa.

7 Kuno-Tixo ukusindiswa kwam nozuko lwam : liku-Tixo iliwa lokunqaba kwam, nehlati lam.

8 Tembeleni kuye ngamaxesha onke, nina bantu : tyilani intliziyo yenu pambi kwake, u-Tixo ulihlati kuti.

9 Bangumpunga kwapela onyana boluntu, ngamanga odwa onyana babantu : e-skaleni bangenyuka, bangumpunga bepela.

10 Ningakolosi ngokudl' abantu, ningaqayisi ngokupanga : bakwanda ubutyebi, ningabunyamekeli.

11 Inye into ayitetileyo u-Tixo; zimbini izinto endizivileyo : ukuti amandla ngaka-Tixo;

12 Nokuti inceba yeyako, Nkosi : ngokuba ubabuyekeza elowo ngokwezenzo zake.

I-NDUMISO LXIII.

TIXO, ungu-Tixo wam : ndiyakukufuna kwakusasa;

2 Umpefumlo wam unxanele wena, umzimba wam uyakulangazelela : ezweni elomileyo, elibafileyo, elingenamanzi.

3 Ndenjenjalo ukukangela kuwe engeweleni : ukuze ndibone amandla ako nobuqaqauli bako.

4 Ngokuba inceba yako ilungile ngapezu kobomi : umlomo wam uyakudumisa.

5 Ndiyakwenjalo ukukubonga logama ndihleliyo : ndipakamise izandla zam e-Gameni lako.

6 Umpefumlo wam uhluti ngokungati ngumongo namanqata : umlomo wam uyakudumisa ngelizwi lovuyelelo.

7 Ndakukukumbula emandlalweni wam : emilindweni yasebusuku ndicamanga ngawe.

8 Ngokuba waba luncedo kum : ndinokuvuyelela ndisetunzini lamapiko ako.

9 Umpefumlo wam utana-mbende nawe : isandla sako sokunene sindibambile.

10 Ke bona banxamele umpefumlo wam, ukuze bawutshabalalise : bayakutshona kwezizezantsi indawo zomhlaba.

11 Bayakucitelwa emandleni ecele : babe sisulu sempungutye.

12 Ke yena ukumkani uyakuvuyisa ngo-Tixo; bayakuqayisa bonke abo bafunga yena : ngokuba uya-kuvingcwa umlomo wabateta ubuxoki.

I-NDUMISO LXIV.

LIVE izwi lam, Tixo, ekukalazeni kwam : bu-londolozela ubomi bam kwizoyikiso zotshaba.

2 Ndisitilise egquguleni labanobubi : kwingxokolo yabasebenza ubungendawo.

3 Abalole njengecele ulwimi lwabo : batole ngentolo zabo, amazwi afafa;

4 Ukuba bamtole ogqibeleleyo besentsitelweni : bamtola ngesiqupe, bangoyiki.

5 Bayaziqinisela icebo elibi : bateta ngokufihla iziriintyelo; bati, bayakubonwa ngubanina?

6 Baceba ubugqweta, bati, Sigqibile icebo elihle : umxelo wabo bonke ngumhadi, kwa nentliziyo yabo.

7 Ke u-Tixo uyabatola ngotolo : bati ngesiqupe babe namanxeba.

8 Bayakutyekiswa, begwetywa lulwimi lwabo : bayahlunguzela intloko bonke abababonayo.

9 Basuke boyike bonke abantu; bawuxele umsebenzi ka-Tixo : bakuqike ukwenza kwake.

10 Liyakuvuyisa ilungisa nge-NKOSI, liziméle ngayo : baqayise bonke abantliziyo zite-tye.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO LXV

INDUMISO ikulungele e-Tsiyon, wena Tixo : sizaliswa kuwe isibambiso.

2 Wena mpulapuli wemitandazo : luza kuwe uluntu lonke.

3 Zindoyisile izikohlakalo ezininzi : izigqito zetu uyakuzicima wena.

4 Hayi inyweba yalowo umnyulayo, umsondeze ukuba ahlale ezintendelezweni zako : tina ke masikoliswe kukulunga kwendlu yako, kwendawo engcwele ese-tempileni yako.

5 Usipendula ngezenzo ezoyikekayo ngobulungisa, Tixo osisindisayo : wena utenjwayo zizipélo zonke zomhlaba, nezolwandle olukude ;

6 Ulozinzisa intaba ngamandla ake : ewabinqile amandla.

7 Ulodambisa ukugquma kwelwandle, ukugquma kwamaza azo : nokuxokozela kwezizwe.

8 Baze boyike imiqondiso yako abemiyo ezipélweni zomhlaba : wena wenza ukuba kuvuyelelwe empumalanga nasentshonalanga.

9 Uwuvelele umhlaba, yapalala indyebó : uyawutyebisa kakulu.

10 Umlambo ka-Tixo uzele ngamanzi : ulungisa inqólówa yabo. kuba wenjenje ukuwulungisa umhlaba.

11 Uzalisa imisele yawo, unyakamisa imiqela yawo : uwutambisa ngemvula, usikelela ukucúma kwawo.

12 Uwutwesile umnyaka ngokulunga kwako : emkondweni wako kupalala ukutyeba ;

13 Kupalala emafiwini asentlango : nenduli zino-vuyo ngenxa zonke.

14 Amadlelo agutyungelwe yimihlambi : intili zihonjiswa ngenqólówa ; ziyaduma, ewe, ziyavuma.

I-NDUMISO LXVI.

DUMANI ku-Tixo, mhlaba wonke : dumisani uzuko lwe-Gama lake ; muzikiseni ngendumiso.

2 Yitini ku-Tixo, Hayi ukoyikeka kwemisebenzi yako : ngenxa yobukulu bamandla ako ziyakuzitobela kuwe intshaba zako.

3 Umhlaba wonke uyakukunqula : ukudumise, lidunyiswe i-Gama lako.

4 Yizani nibone imisebenzi ka-Tixo : engowoyikekayo ekwenzeni kwake kubantwana boluntu.

5 Waluguqula ulwandle lwaba ngumhlaba owomileyo : bawuwela umlambo ngenyawo ; apo savuya ngaye.

6 Ulolaula ngamandla ake ngonapakade ; amehlo ake ayabonisele ezintlangeni : abanxaxáyo mabangazipakamisi.

7 Mbongeni u-Tixo wetu, nina zizwe : nivakalise izwi lendumiso yake.

8 Ulomisa umpefumlo wetu ebomini : engavumi ukuba lutyibilike unyawo lwetu.

9 Ngokuba usicikidile, Tixo : wasinyibilikisa, nje-ngoko i-silvere inyibilikiswa ngako.

10 Wasingenisa elutanjeni : wabeka uxinezelo esi-nqeni setu.

11 Wenza ukuba sinyatelwe ngabantu : sacanda emlilweni nasemanzini ; waza wasikúpela endaweni enendyebó.

12 Ndiyakungena endlwini yako ndinamadini atshiswayo : ndiyakuzalisa kuwe izibambiso zam, owazivulelayo umlomo wam, waziteta ndisembandezelweni.

13 Ndiyakukunika amadini emvana ezityebileyo, ndawonye neziqúmiso zenkunzi zegusha : ndiyakwenza awenkomo nawe-bokwe.

14 Yizani, nive, nonke nina bamoyikayo u-Tixo : udinixelele oko akwenzele umpefumlo wam.

15 Ndadanduluka kuye ngomlomo wam : kwaye kukó ukubonga elulwimini lwam.

16 Ukuba bendikangela inkohlakalo ngentliziyo yam : i-Nkosi ibingayikupulapula.

17 Okwenene u-Tixo upulapule : walibekela indlebe izwi lomtandazo wam.

18 Makabongwe u-Tixo, ongagxotanga umtandazo wam : ongabandezanga kum ububele bake.

I-NDUMISO LXVII.

NNGAMANA u-Tixo wasibabala inceba, wasisikelela : wasibonisa ukukánya kobuso bake.

24 Bayabona ukuhamba kwako, Tixo : kwa ukuhamba ko-Tixo wam, ko-Kumkani wam engena engweleni.

25 Pambili ngabavumi, ngasemva ngababeti bohadl : bepahlwe zintombi ezibeta amagubu.

26 Ezintlanganisweni bongani u-Tixo i-Nkosi : nina basemtonjeni wakwa-Sirayeli.

27 Balapo o-Benjamin, umnci wabo, umpati wabo, inkosi zakwa-Yuda, iqela lazo : inkosi zakwa-Zebulon, inkosi zakwa-Nafetali.

28 Uté u-Tixo maube namandla : yomelela, Tixo, wena usisebenzeleyo use-tempileni yako.

29 Bayakunyuka beze e-Yerusalem okumkani : besiza neminikelo kuwe.

30 Kalimela ifamnwa lasezingcongolweni, umhlambi wenkunzi kunye namatole ezizwe, unyatela amaqosha abo e-silvere : zicite izizwe ezitand' imfazwe.

31 Kovela izikulu e-Yiputa : u-Kushe wozolulela msinya izandla zake ku-Tixo.

32 Nina mazwe omhlaba, vumani ku-Tixo : yidumiseni i-Nkosi ;

33 Ekwéla icanda emazulwini kwasepakadeni : ikupa izwi layo, izwi elinamandla.

34 Mnikeni amandla u-Tixo, bupezu ko-Sirayeli ubungangamsha bake : asesibákabákeni amandla ake.

35 Woyikeka, Tixo, ezingweleni zako : u-Tixo ka-Sirayeli ngobanika abantu amandla nokomelela. Makabongwe u-Tixo.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO LXIX.

NDISINDISE, Tixo : ngokuba amanzi andifikele ada eza empefumlweni.

2 Nditshonile eludakeni olunzulu, akukó kuma : ndingene emanzini anzulu, umsinga uyandintywilisela.

3 Ndidiniwe kudanduluka, womile umqala wam : apélile amehlo am, ndilindele ku-Tixo wam.

4 Abanditdiyayo kungekó sizatu baninzi ngapezu kwenwele zentloko yam : banamandla abandibangisayo, bezintshaba zam bexoka ; into endingayipanganga ndasuka ndayibuyisa noko.

5 Tixo, wena uyabazi ubudenge bam : izipóso zam azinakufihlwa kuwe.

6 Mabangadani ngam abakutembayo, Tixo, NKOSI yemikosi : mabangabi nahlazo ngam abakufunayo, Tixo ka-Sirayeli.

7 Ngokuba nditwele ingcikivo ngenxa yako : ihlazo libugqubutele ubuso bam.

8 Ndaba ngowasemzini kubazalwana bam : ndaba ngowolunye uhlanga kubantwana bakamá.

9 Ngokuba lindidlile ikwéle ngenxa yendlu yako : ingcikivo zabakungekivayo ziwe pezu kwam.

10 Ndakulila, ndisohlwaya umpefumlo wam ngokuzila ukudla : oko kwaba yingcikivo kum.

11 Ingubo zam zaba zezitwexayo : ndaba yinto yokuzekelisa kubo.

12 Bateta ngam abahleli esangweni : ndiyingoma yamanxila.

13 Ke mna nditandaza kuwe, NKOSI : ngexesha elikólekileyo.

14 Tixo, ngobuninzi benceba yako : ndipendule ngenyaniso yosindiso lwako.

15 Ndihlangule eludakeni, ndingatshoni : mandihlangulwe kwabanditdiyayo nasemanzini anzulu.

16 Mawungandintywiliseli umsinga wamanzi, ingandiginyi inzulu : mandingavalelwa esihogweni.

17 Ndipendule, NKOSI, ngokuba ilungile inceba yako : béka kum ngokobuninzi bezibele zako.

18 Ungasitelisi ubuso bako kumkonzi wako, ngokuba ndibandezekile : káuleza undipendule

19 Sondela empefumlweni wam, uwukúlule : ndikú-
lule ngenxa yentshaba zam.

20 Wena uyakwazi ukungeikivwa kwam, noku-
daniswa kwam, nokuhlazwa kwam : bapambi kwako
bonke abandibandezelayo.

21 Ingeikivo yapúla intliziyo yam, udapants'
ukufa : ndatamba ukukúzwa, akwabikò, nokututuze-
lwa, andakufumana.

22 Ukudla bandinika inyongo : bandiseza i-viniga
ekunxanweni kwam.

23 I-tafle yabo pambi kwabo mayibe ngungibe :
ibe sisirintyelo kwabahleli bonwabile.

24 Makabe mnyama amehlo abo, bangaboni : si-
hlale singcangazela isinqe sabo.

25 Bapalazele ngengqumbo yako : kubafikele uku-
vuta komsindo wako.

26 Ikáya labo malibe senkangala : kungahlali mntu
ezin-tenteni zabo.

27 Ngokuba bayamtshutshisa obetwe nguwe : ba-
nokole ngobuhlungu ababuvayo abo bahlatywe
nguwe.

28 Yongeza ubugwenxa ebugwenxeni babo : ba-
ngangeni ebulungiseni bako.

29 Mabacinywe enwadini yobomi : bangabálwa
namalungisa.

30 Ke mna ndiluzizana, ndiva ubuhlungu : usi-
ndiso lwako, Tixo, luyakundipakamisa.

31 Ndiyakulidumisa i-Gama lika-Tixo ngokuvuma :
ndimbonge ngokubulela.

32 Oko kuyakukòleka e-NKOSINI : ngapezu kwe-
nkomo enempondo nempupu.

33 Bakubona abalulamileyo, bovuya : nina ba-
mfunayo u-Tixo, intliziyo yenu mayipile.

34 Ngokuba i-NKOSI iyaweve amahlwempu : ayi-
badeli ababanjiweyo bayo.

35 Mayidunyiswe lizulu nomhlaba : lulwandle,
nento yonke ehambayo kulo.

36 Ngokuba u-Tixo uyakuyisindisa i-Tsiyon, ayaké
imizi yakwa-Yuda : bahlale kuyo abantu, bayime.

37 Ilidle ilifa inzala yabakonzi bake : bahlale kuyo
abalitandayo i-Gama lake.

I-NDUMISO LXX.

TIXO, káuleza undihlangule : NKOSI, káuleza undi-
ncede.

2 Mabadane babe nentloni abanxámele umpefumlo
wam : mababuye ngomva bahlazeke abavuyayo xa
ndinobubi.

3 Mababuye ngomva ngenxa yodano lwabo : abati,
Tshotsho, tshotsho.

4 Mababe nemihlali bavuye ngawe bonke abakufu-
nayo : abalutandayo usindiso lwako mabahlale besiti,
Makabongwe u-Tixo.

5 Ke mna, ndiluzizana ndilihlwempu : Tixo, káu-
leza uze kum.

6 Nguwe umncedi wam nomsindisi wam : unga-
libali, NKOSI.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO LXXI.

NDIZIMELA ngawe, NKOSI, mandingaze ndidani-
swe : ndihlangule ngobulungisa bako, undisize ;
nditobele indlebe yako, undisindise.

2 Yiba liliwa elilikáya kum, ndingene kulo ngama-
xesha onke : uté mandisindiswe, kuba uligwiba lam
nenqaba yam.

3 Tixo wam, ndihlangule esandleni songendawo :
esandleni sondipéte ngobumenemene, engenalusizi.

4 Ngokuba nguwe itemba lam : yi-NKOSI u-Tixo
otenjwe ndim kwasebuncinaneni bam.

5 Ndixáswe nguwe kwasekuveleni kwam : waba ngumncedi wam kwasekuzalweni kwam ; indumiso yam ingawe ngamaxsha onke.

6 Ndinjengesimanga kwabaninzi : ke wena ulihlati lam elinqabileyo.

7 Umlomo wam uyakuzaliswa yindumiso yako : ndikubonge imini yonke.

8 Ungandilahli ngexesha lokwalupala : ungandishiyi akupéla amandla am.

9 Ngokuba ziteta ngam intshaba zam, nabalalela ubomi bam bayacebisana, besiti : U-Tixo umlahlile, msukeleni nimbambe, ngokuba akukó uhlangulayo.

10 Tixo, zungabi kude kum : Tixo wam, káuleza undincede.

11 Mabadane batshabalale abawucásayo umpefumlo wam : mabagqitywe yingcikivo nehlazo abanga bangandenzakalisa.

12 Ke mna, ndiyakuhlala ndinetemba : ndongeze endumisweni yako yonke.

13 Umlomo wam uyakubalisa ngemisebenzi yobulungisa bako neyosindiso lwako imini yonke : ngokuba ndingawazi amanani ayo.

14 Ndiyakuza ndibonga imisebenzi enamandla ye-NKOSI u-Tixo : ndiyakukankanya ubulungisa bako, bako wedwa.

15 Tixo, undifundisile kwasebuncinaneni bam : unangoku ndihlala ndiyixela imisebenzi yako ebalulekileyo.

16 Zungandishiyi, Tixo, ndakuba ndilixego ndinezimvi : ndide ndizixele izenzo zengalo yako kwisizukulwana esizayo, namandla ako kubo bonke abayakuvela.

17 Tixo, ubulungisa bako buye bafika pezulu ezulwini : wena uzenzayo into ezinkulu, Tixo, ngubanina onjengawe ?

18 Wena usibonisileyo imbandezelo ezininzi ezino-

bubi uyakubuya usipilise : ubúye usifole ezinzulwini zomhlaba.

19 Ngamana wandongezela ubukulu bam : ubuye wena unditutuzele.

20 Nam ndiyakubulela kuwe ngomrube, ndibulele inyaniso yako, Tixo wam : ndikudumise ngohadi, Wena Ngewele ka-Sirayeli.

21 Uyakumemelela umlomo wam, ndakukudumisa : nompefumlo wam owukúluleyo.

22 Nolwimi lwam luyakuxela ubulungisa bako imini yonke : ngokuba bedanile, benehlazo abanga bangandenzakalisa.

I-NDUMISO LXXII.

TIXO, mnike ukumkani imigwebo yako : mnike unyana wokumkani ubulungisa bako.

2 Uyakugweba ebantwini bako ngobulungisa : nakwabazintsizana zako ngentelekelelo.

3 Intaba zobatwalela uxolo abantu, kwa nenduli : ngabo ubulungisa.

4 Uyakugweba ityala labazintsizana : asindise abantwana bamahlwempu, amtyumze umbandezeli.

5 Bayakukoyika lonke ixesha kusahleli ilanga ne-nyanga : izizukulwana ngezizukulwana.

6 Uyakuhla njengemvula ehla pezu kotyani obusikiweyo : njengemvula ematontsi makulu emhlabeni.

7 Ngemihla yake ayakuhluma amalungisa : nobuninzi boxolo ide ingabi sabikó inyanga.

8 Makapáte ubukosi etabatela elwandle ase elwandle : etabatela kuwo um-Lambo ase ezipélweni zomhlaba.

9 Mabaqubude kuye abomi basentlango : zikóte utuli intshaba zake.

10 Mabati okumkani base-Tarshishe nabeziqiti batole i-fafu : bati okumkani base-Sheba nabase-Seba beze neminikelo.

11 Ewe, mabamtoŧele okumkani bonke : zimk-nze zonke intlanga.

12 Ngokuba uyakulihlangula ihlwempu elizibi-kayo : nolusizana, nongenaye umncedi.

13 Uyakubenzela inceba abasweleyo namahlwe-mpu : asindise imipefumlo yamahlwempu.

14 Akulule imipefumlo yawo ekuxinezelweni nase-kugonyamelweni : loba linqabile emehlweni ake igazi lawo.

15 Wanga angapila, anikwe i-golide yase-Sheba : mabahlale bemtandazela, bamsikelele imihla yonke.

16 Makubekò intabalala yenqòlwa ezweni ise ezi-ncotsheni zentaba : ukuqama kwayo makufashaze njenge-Lebanon ; mabahlume emizini yabo njengemi-funo yomhlaba.

17 Malibe ngunapakade igama lake : lizinyaswe igama lake pantsi kwelanga ; zizisikelele ngaye zonke intlanga, ziti ngonetamsanqa.

18 Mayibongwe I-NKOSI u-Tixo, u-Tixo ka-Sirayeli : okupéla kowenzayo imimangaliso.

19 Malibongwe i-Gama lake elizukileyo ngonapa-kade : uzale wonke umhlaba luzuko lwake. Amen, Amen.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO LXXIII.

ULUNGILE kwapéla u-Tixo ku-Sirayeli : kwaba-ntliziyo zinyulu.

2 Ke mna, bezipants' ukumka inyawo zam : kwa-fun' ukutyibilika ukunyatela kwam.

3 Ngokuba bendinekwele kubaqáyisayo : ndaku-bona uxolo lwabangendawo.

4 Ngokuba abanazintlungu : bapilile batyebile umzimba wabo.

5 Ebumini babantu abakò bona : abakatazwa nje-ngabanye abantu.

6 Ngako oko intamo yabo inxitywe ifatshi : ba-mbate ukugonyamela ngokwengubo.

7 Intliziyo yabo ipupuma inkohlakalo : amabóngo entliziyo zabo apumela pandle.

8 Bahlalela ngentlamba, batete ngokubandezela, benobubi : bateta amazwi okukúkumala.

9 Bawubeka ezulwini umlomo wabo : ulwimi lwabo luhamba emhlabeni wonke.

10 Ngako oko abantu babo babuyela apa : bafince amanzi endebe ezeleyo.

11 Bati, Unokuti-nina ukwazi u-Tixo : kukò ukwazi na kuye Osenyangweni ?

12 Yabona, banjalo abangendawo ; bati besonwa-bile bandile ngokutyeba : ndati, Ndafumana ndayi-hlambulula intliziyo yam kanti, ndazihlamba koku-msulwa izandla zam ;

13 Ndakatazeka imini yonke : ukohlwaywa kwam kwaba kokwemiso yonke.

14 Ukuba bendité, Ndiyakwenjenjalo ukuteta : ya-bona, ngendinginizile kwisizukulwana sabantwana bako.

15 Ndati ke ndakucinga ukuba ndikwazi oko : kwa-yinkohla emehlweni am ;

16 Ndada ndaya kungena engweleni ka-Tixo : ndakugqala ke ukupéla kwabo ;

17 Inene, uyabamisa ezindaweni ezibutelezi : uba-wise bayintshabalala.

18 Hayi ukupanziswa kwabo ngepanyazo : ba-pélile bagqityiwe kukoyika.

19 Njengepúpa ekuqabukeni komntu : ekuvukeni kwako, Nkosi, wowudela umfanekiso wabo.

20 Wabuhlungu umxélo wam : ndahlabeka entlizi-yweni.

21 Ndasityakala, ndingenakwazi : ndanjengesilo pambi kwako.

22 Mna ke ndihlala ndinawe : undibambile ngesandla sam sokunene.

23 Uyakundikápa ngecebo lako : unditabate emveni koku ndibe nozuko.

24 Ndinabanina ezulwini : ndinawe nje, akukó wumbi ndimtandayo emhlabeni.

25 Iyapéla inyama yam nentliziyo yam : iliwá lentliziyo yam, nesabelo sam ngu-Tixo ngonapakade.

26 Ngokuba abahlukana nawe bayakutshabalala : uyababangisa bonke abahenyuzayo bemke kuwe.

27 Mna ke, ukusondela ku-Tixo kulungile kum; udiyenza ihlati lam I-NKOSI u-Tixo : ukuze ndiyibalise yonke imisebenzi yako.

I-NDUMISO LXXIV.

YININA, Tixo, ukuba uhlale usilahlile : uqúme umsindo wako kwizimvu zedlelo lako ?

2 Likúmbule ibandla lako : olitengileyo kwakudala,

3 Olikúluleyo laba sisizwe selifa lako : intaba yase-Tsiyon ohleli kuyo.

4 Káunyatele uye kumanxuwa ahlala ehleli : kuko konke okuvikivwe lutshaba engweleni.

5 Abakucásayo baxokozele endlwini yokuhlangana : bamisa eyabo imiqondiso yayiyo eyimiqondiso.

6 Kwanga ngamadoda apéte amazembe : egaula imiti yehlati.

7 Bati ngoku yonke impahla eqoqiweyo : bayitiviti ngamazembe nangezando.

8 Bayifaka umlilo ingwele yako : indawo elihleli kuyo i-Gama lako bayidyobile, bayiwisela emhlabeni.

9 Baté ezintliziweni zabo, Masibanyanzelele kupéle : bazitshisile zonke indawo zika-Tixo zokuhlangana ezweni apa.

10 Imiqondiso yetu asiyiboni ; akusekó m-profite : kuti akukó waziyo ukuba koda kuse pina kunjalo.

11 Koda kube ninina, Tixo, umbandezeli engcikiva : utshaba luhleli lugiba i-Gama lako ?

12 Usifinyezele-nina isandla sako, nesokunene sako : sifole esifubeni sako, ulutshabalalise.

13 Ke u-Tixo ngu-Kumkani wam kwakudala : esebenza usindiso pakati komhlaba.

14 Nguwe owahlula ulwandle ngamandla ako : owapúla intloko zengwenya emanzini.

15 Nguwe owatyumza intloko zengwenya : wazinika zakukudla kwabemiyo enkangala.

16 Nguwe owagqoboza yayimitombo, yayimilanjana : nguwe owomisa imilambo engatshiyo.

17 Yeyako imini, bobako nobusuku : nguwe owalungisa ukukánya nelanga.

18 Nguwe owamisa yonke imida yomhlaba : ihlobo, nobusika, nguwe owazidalayo ezonto.

19 Kukúmbule, NKOSI, ukungcikiva kotshaba : nokudelwa kwe-Gama lako sisizwe esinobudenge.

20 Zungalinikeli efamncweni ihobe lako : ungalhali ubulibele ubomi babazintsizana zako.

21 Béka emnqopisweni : ngokuba indawo ezinobunanyama zomhlaba zizele lugonyamelo nobuncwangu.

22 Abaxinezelweyo mabangabuyi bedanile : makalidumise i-Gama lako olusizana nolihlwempu.

23 Yima, Tixo, ubambane nababambene nawe : kúmbula ukungcikiva kwesidenge yonke imini.

24 Ungalilibali izwi labakucásayo : ukungxola kwabavukelana nawe okuhlala kunyuka.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO LXXV.

SIYABULELA kuwe, Tixo : siyabulela kuwe,

2 Ngokuba lisondele i-Gama lako : babalisa imisebenzi yako ebalulekileyo.

3 Kwakufika ixesha elimisiweyo : mna ndogweba ngokulunga.

4 Uyetá amandla umhlaba nabo bonke abemi bawo : ke mna ndizizinzisile intsika zawo.

5 Ndití kubaqáyisi, Musan' ukuqáyisa : nakwabangendawo, Musan' ukupakamisa upondo.

6 Musan' ukulupakamisela pezulu upondo lwenú : ningateti ngokusa, nolule intamo.

7 Ngokuba uncedo aluveli empumalanga, nase-ntshonalanga : aluveli kóna entlango.

8 Hayi, ngu-Tixo ogwebayo : uyamtoba lo, ampakamise lowa.

9 Ngokuba indebe isesandleni se-NKOSI, ipupuma igwebu le-wayine : izele, ipitikeziwe, ati yena atulule kuyo ;

10 Inene, intlenga zayo : ziyakuselwa zifincwe ngabangendawo bonke bomhlaba.

11 Ke mna, ndiyakushumayela ngonapakade : ndiyakuvuma ku-Tixo ka-Yakobi.

12 Zonke impondo zabangendawo ndiyakuzinqu-mla : kodwa impondo zamalungisa ziyakupakanyiswa.

I-NDUMISO LXXVI.

WAZIWA kwa-Yuda u-Tixo : likulu kwa-Sirayeli i-Gama lake.

2 In-tente yake ise-Salem : nekáya lake lise-Tsiyon.

3 Wazapúla apo intolo zesapéta : ikáka, nefele, nezixóbo zemfazwe.

4 Unenkazimlo, unobungangamsha : ezintabeni ezinamaxóba.

5 Bapángiwe abantliziyo zilukuni, balele ubutongo babo bokugqibela : apélelwa ngamandla amafoti onke.

6 Ekukalimeni kwako, Tixo ka-Yakobi : kwasi-ndwa butongo inqwelo zokulwa namahashe.

7 Uguwena woyikekayo : wakuba nomsindo, ngubanina onokuma pambi kwako ?

8 Isigwebo wasivakalisa usezulwini : woyika umhlaba, wazola,

9 Ekusukeni kuka-Tixo ukuba agwebe : abasindise bonke abalulamileyo bomhlaba.

10 Ngokuba ubushushu babantu bosingisela ekudumiseni wena : uyakuwatintela amasalela obushushu.

11 Yenzani izibambiso, nizizalisekise e-NKOSINI u-Tixo wenu : bonke abamngqongileyo mabeze nezipó kofanele kukoyikwa.

12 Uyawunqumla umsindo wenkosi : uyoyikeka kokumkani bomhlaba.

I-NDUMISO LXXVII.

IZWI lam lisingisa ku-Tixo, ndikála : izwi lam lisingisa ku-Tixo, ukuba andibekele indlebe.

2 Ngemini yokubandezelwa kwam ndayifuna I-NKOSI : isandla sam solulwa ebusuku, asadinwa ; awavuma ukututuzeleka umpefumlo wam.

3 Ndikúmbula u-Tixo, ndincwine : ndicamanga nditandaza, utyafe umoya wam.

4 Uzibambile inkope zamehlo am, ndingaláli : ndaxakeka, andabi nakuteta.

5 Ndacinga ngemihla yamandulo : iminyaka yakúdala.

6 Ndatí, Ndokúmbula ebusuku indumiso yam : ndoteta nentliziyo yam ; waza umoya wam wapengulula, usiti,

7 Iyakulahla ngonapakade na I-NKOSI : ingabi sapinda ipáte ngetafu ?

8 Ipéle yapéla na inceba yayo : sigqibele na isitembiso sayo kwisizukulwana ngesizukulwana ?

9 U-Tixo ukulibele na ukuba nobubele : uyivingecele ngomsindo kusinina imfesane yake ?

10 Ndatí ke, Sisifo sam esi : ndosuka ndiyikúmbule iminyaka yesandla sokunene s-Osenyangweni.

11 Ndiyakuzikankanya izenzo ze-NKOSI : ndikúmbule imimangaliso yako yakudala.

12 Ndiyakucamanga ngako konke ukusebenza kwako : ndicamnge ngezenzo zako.

13 Tixo, isebungweleni indlela yako : ngubanina ongutixo omkulu njengo-Tixo wetu ?

14 Ungulo-Tixo wenza imimangaliso : wazazisa izizwe amandla ako.

15 Wabakúlula ngengalo yako abantu bako : onyana baka-Yakobi no-Yosefu.

16 Akubona amanzi, Tixo, akubona amanzi, axakeka : ewe, zangeangcazela inzulu.

17 Amafu apalala amanzi, isibákabáka savakalisa isandi : ewe, intolo zako zahambahamba.

18 Izwi lokududuma kwako laba sesaqwitini : imibane yalíkányisa elimiweyo ; lagungqa, lanyikima ihlabati.

19 Yaba selwandle indlela yako, nomendo wako wawusemanzini amakulu : awaziwa umkondo wako.

20 Wabakokela njengezimvu abantu bako : ngesandla sika-Moses no-Arone.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO LXXVIII.

WUBEKELENI indlebe umyalo wam, bantu bam : watobeleni indlebe amazwi omlomo wam.

2 Ndiyakuwuvula umlomo wam ngomzekeliso : ndixele intsonkota zamaxesha akudala.

3 Esakuvayo sakwazi : abasibaliselayo obawo.

4 Asiyikubafihlela abantwana babo : sobalisela isizukulwana esizayo indumiso ze-NKOSI, namandla ayo, nemimangaliso eyenzileyo.

5 Ngokuba yamisa isinqiniso kwa-Yakobi, yabeka umyalelo kwa-Sirayeli : eyawumisela obawo, ukuba bawazise abantwana babo ;

6 Ukuze siwazi isizukulwana esizayo : abantwana abazakuzalwa ;

7 Basuke bababalisele : ababo abantwana.

8 Baze batembele ku-Tixo : bangazilibali izenzo zika-Tixo, bayibambe imiteto yake ;

9 Bangabi njengoyise, isizukulwana esingevayo esinenkani : isizukulwana esingalungisanga intliziyo yaso, esimoya unganyanisekanga ku-Tixo.

10 Onyana baka-Efrayim : bexóbile bezintoli ezinezapéta, bajika ngemini yemfazwe.

11 Abawugcinanga umnqopiso ka-Tixo : abavumanga ukuhamba ngomyalelo wake ;

12 Basuka balibala oko akwenzileyo : nemimangaliso awababonisayo.

13 Pambi koyise wenza ngokuncamisayo : ezweni lase-Yiputa, emhlabeni wase-Tsohan.

14 Waludabula ulwandle, wabaweza : wawamisa amanzi njengemfumba.

15 Wabakápa ngelifu emini : ngokukánya komlilo ubusuku bonke.

16 Walicanda iliwa entlango : wabaseza amanzi amaninzi ngati ngawenzulu.

17 Wavelisa imiqukuqela yamanzi etyeni : wahlisa amanzi njengemilambo.

18 Baqokela noko ukona kuye : nokumpikisa Opezu konke emqwebedini.

19 Bamlinga u-Tixo ngentliziyo yabo : ngokuyibizela inkanuko yabo ukudla.

20 Bateta ngo-Tixo, batl : Unako na u-Tixo ukulungisa ukudla entlango ?

21 Yabona, walibeta iliwa, abaleka amanzi, yakúkula nemilanjana : wobanako na nokubanika isonka, nokubalungiselela inyama abantu bake ?

22 Weva ke u-Tixo, waba nomsindo : watsha umlilo kwa-Yakobi, kwenyuka kwaya umsindo kwa-Sirayeli ;

23 Ngokuba bengakólwanga ku-Tixo : bengatembanga usindiso lwake.

24 Wasiwisela ke umteto isibákabáka pezulu : wazivula ingeango zezulu.

25 Wabanisela nge-mana ukuze badle : wabanika inqólowa yasezulwini.

26 Abantu badla isonka se-ngelosi : wabatumela ukudla bada bahluta.

27 Wandulula umoya wasempumalanga ezulwini : wawuqúba ngamandla ake umoya wase-Zantsi.

28 Wabahlisela inyama njengotuli : nentaka ezinamapiko njengentlabati yaselwandle ;

29 Wayiwisa pakati kweminquba yabo : ngenxa zonke ezin-tenteni zabo.

30 Badla, bahluta kakulu : ngokuba wabazisela oko bakukánukayo.

31 Bengekashenxi enkanukweni yabo, kusekò ukudla emlonyeni wabo, kwenyuka umsindo ka-Tixo waya kubo : wabulala pakati kwabatyebileyo babo, wawawisa amadodana akwa-Sirayeli.

32 Kuyo yonke lonto bahambisa ngokona : abakólwa yimimangaliso yake.

33 Wayipélisa ke imihla yabo njengompúnga : neminyaka yabo ngokukwánqisa.

34 Xa wati wababulala, bamfuna : babuya bamfuna u-Tixo ngenyameko.

35 Bakúmbula ukuba u-Tixo liliwa labo : nokuba u-Tixo Opezu konke ngumkúluli wabo.

36 Ke bamkohlisa ngomlomo wabo : bamxokisa ngolwimi lwabo ;

37 Ngokuba intliziyo yabo ayaqina kuye : abanyaniseka emnqopisweni wake.

38 Ke yena unemfesane : uxolela ubugwenxa, akatshabalalisi ;

39 Ubuyisa futi umsindo wake : akavutisi bonke ubushushu bake.

40 Wakúmbula ke ukuba bangabantu nje : bangu-moya omkayo, ongabuyiyo.

41 Kukangapina bempikisa entlango : bemenza buhlungu enkangala !

42 Babuya bamlinga u-Tixo : bamdanisa Oyingcwele wakwa-Sirayeli.

43 Abasikúmbula isandla sake : nemini awabakú-lula ngayo embandezelweni ;

44 Awamisa ngayo imiqondiso yake e-Yiputa : nezimanga zake emhlabeni wase-Tsohan.

45 Wayiguqula imijelo yabo yaba ligazi : ababi nakusela emilanjani.

46 Watumela kubo izibawu, zabadla : namasele, abatshabalalisa.

47 Izilimo zabo wazinika kumqikela : nokudla abakusebenzeleyo wakunika kwinkumbi.

48 Wagqiba ngesicòto imi-diliya yabo : nemikiwane yabo ngengqele.

49 Inkomo zabo wazibeta ngezicòto : nemihlambi yabo ngemibane.

50 Wababúqa ngokuvuta komsindo wake, ubuñalafume, nobushushu, nenkatazo : ibuto le-ngelosi zobubi.

51 Wawuvulela umsindo wake indlela, akawunqanda ekufeni umpefumlo wabo : wabunikela ke ubomi babo kwisifo esibúbisayo ;

52 Wababulala bonke abamazibulo e-Yiputa : ulibo lwamandla abo ezin-tenteni zakwa-Ham.

53 Ke abantu bake wabafudusa njengezimvu : wabaqúba njengomhlambi entlango.

54 Wabakápa begciniwe, bengenakoyika : ke zona intshaba zabo lwazigubungela ulwandle.

55 Wabazisa emdeni wake ongwele : kulentaba sayizuzayo isandla sake sokunene.

56 Wagxota intlanga pambi kwabo : wawabela izizwe zo-Sirayeli umhlaba ube lilifa ezilicandelweyo, wazihlalisa ezin-tenteni zazo.

57 Kodwa bamlinga bampikisa u-Tixo Opezu konke : abazigcina izingqiniso zake.

58 Babuya ngomva, batshiniza njengoyise : babéka ecaleni njengesapéta esikohlisayo.

59 Ngokuba bamqumbisa ngeziganga zabo : bame-nza waba nekwéle ngemifanekiso yabo eqingqiweyo.

60 Weva u-Tixo, wanomsindo : wamlahla mpela u-Sirayeli ;

61 Wayishiya indlu yase-Shilo : in-tente abeyimise pakati kwabantu ;

62 Wayinikela ityeya yake ekutinjweni : into yo-zuko lwake esandleni sentshaba.

63 Abantu bake wabanikela kwirele : waliqumbela ilifa lake.

64 Amadodana abo adliwa ngumlilo : intombi zabo azagcotyelwa.

65 Ababingeleli babo bawa ngefele : abahlolokazi babo ababanga nakulila.

66 Yaza i-Nkosi yavuka njengobelele : njengefoti elivuselelwe yi-wayine.

67 Yazoyisa intshaba zayo, zabuyiswa : yazenza ingcikivo engunapakade.

68 Yayicekisa in-tente yakwa-Yosefu : ayasinyula isizwe sakwa-Efrayim ;

69 Yanyula isizwe sakwa-Yuda : intaba yase-Tsiyon eyayitandayo.

70 Yayaká njengokupakama kwamazulu ingewe-le yayo : njengehlabati eli alisekileyo ngonapakade.

71 Yanyula u-Davide isicaka sayo : yamtabata ezibayeni zezimvu ;

72 Yamtabata ehamba nezimvu ezányisayo : ukuba abe ngumalūsi ka-Yakobi abantu bayo, ka-Sirayeli ilifa layo.

73 Wabalūsa ke ngentliziyo egqibeleleyo : waba-kápa ngokwazi kwezandla zake.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO LXXIX.

TIXO, intlanga zingene elifeni lako : ziyincólisile i-tempile yako engcwele ; i-Yerusalem ziyenze imiwewe.

2 Izidumbu zezicaka zako zizinike intaka zasendle ukuba zizidle : nenyama yentanda zako ziyinike amafamncwa elizwe.

3 Zilipalazile igazi labo njengamanzi ngenxa zonke e-Yerusalem : akwabikó ubancwabayo.

4 Senziwe ingcikivo kubamelwane betu : isigculelo nento yokuhlekisa kwabasingqongayo.

5 Koda kube ninina, NKOSI, uhleli uqumbile : livute njengomlilo ikwéle lako ngonapakade na ?

6 Palaza ubufalarume bako ezintlangeni ezingakwaziyo : nasezizweni ezingalinqulayo i-Gama lako.

7 Ngokuba zimdlile u-Yakobi : zalenza inxwa ikáya lake.

8 Ungakumbuli kuti ubugwenxa bamanyange etu, mayinxáme isikáulele imfesane yako : ngokuba sito-tyiwe kakulu.

9 Sincede, Tixo, msindisi wetu, ngenxa yozuko lwe-Gama lako : sihlangule, uzicime izono zetu ngenxa ye-Gama lako.

10 Yinina ukuba intlanga ziti : Upina u-Tixo wabo ?

11 Makuti ukupindezelwa kwegazi lezicaka zako elipalaziweyo : kwazeke ezintlangeni emehlweni etu.

12 Makuze pambi kwako ukugcuma kwamakó-nxwa : ngokobukulu bamandla ako bakúlule abasi-tyekelwe kukufa.

13 Uyibuyisele kubamelwane betu kasixénxe esifubeni sabo : ingcikivo abakungcikive ngayo, Nkosi.

14 Ke tina bantu bako, zimvu zaluswa nguwe, siyakubulela kuwe ngonapakade : sibalise ngendumiso yako kwizizukulwana ngezizukulwana.

I-NDUMISO LXXX.

BEKA indlebe, wena Malūsi ka-Sirayeli, okāpa u-Yosefu njengomhlambi : zibonakalise, wena uhleli pezu kwe-kerubime.

2 Pambi ko-Efrayim no-Benjamin no-Manase : vusa amandla ako, uze kusisindisa.

3 Tixo, sibuyise : ukānyise ubuso bako, sisindiswe.

4 NKOSI, Tixo wemikosi : koda kube ninina upāta ngomsindo umtandazo wabantu bako ?

5 Ubadlise isonka senyembezi : wabaseza inyebezi ngokukulu.

6 Usenza into abaxabana ngayo abamelwane betu : intshaba zetu ziyasigculela ngokutanda kwazo.

7 Tixo wemikosi, sibuyise : ukānyise ubuso bako, sisindiswe.

8 Watabata um-diliya e-Yiputa : wagxota intlanga, wawutya ;

9 Wawuhlahlela indawo : wati wona wendelisa ingcambu, wazalisa ilizwe.

10 Zagutyungelwa intaba ngumtunzi wawo : nemi-sedare ka-Tixo ngamasebe awo.

11 Wasa amasebe awo elwandle : namagatya awo kuwo um-Lambo.

12 Uzityobozele-nina intango zawo : baze bawuké bonke abadlula ngendlela ?

13 Ingulube yasehlatini iyawubūqa : nento edakasa endle iyawudla.

14 Kāubuye, Tixo wemikosi, siyakutandaza : uqondele usezulwini, ubone, uwuvelele lo-mdiliya ;

15 Uwukūsele umti esawutyalayo isandla sako sokunene : nesebe owazihlumisela lona.

16 Utshisiwe ngimlilo, wagaulwa : kutshabalalisa ukutetisa kwako.

17 Isandla sako masibe pezu komntu oyintanda yako : pezu konyana womntu owamqinisa aze abe ngowako.

18 Size singagwiliki kuwe : sipilise, sinqule i-Gama lako.

19 NKOSI, Tixo wemikosi, sibuyise : ukānyise ubuso bako, sasiyakusindiswa.

I-NDUMISO LXXXI.

VUYELELANI ku-Tixo ongamandla etu : dumani ku-Tixo ka-Yakobi.

2 Hlabelani ingoma, nize negubu : uhadi olumnandi kunye nomfube.

3 Vutelani isigodlo ukutwasa kwenyanga : vutelani nxa ihlangene, ngemini yomtendeleko wetu.

4 Ngokuba ngummiselo lowo ku-Sirayeli : lisiko lika-Tixo ka-Yakobi.

5 Sisingqiniso awasimisayo kwa-Yosefu, ekucandeni kwake ezweni lase-Yiputa : ndeva inteto endingayaziyo.

6 Ndawususa umtwalo egxalabeni lake : izandla zake zasuswa ezingobozini zokutwala.

7 Wabizela kum usembandezelweni, ndaza ndakuhlangula : ndakupendula ndisefini elinendudumo ; ndakuvavanya emanzini ase-Meriba.

8 Ndati, Yivani, bantu bam, ndinqine kuni : Sirayeli, ukuba unokupulapula kum ;

9 Bekungayikubakō tixo wasemzini kuwe : ungaqubudi kutixo wolunye uhlanga.

10 Ndim I-NKOSI u-Tixo wako, owakukūpayo ezweni le-Yiputa : yakāmisa, ndiwuzalise umlomo wako.

11 Ke abantu bam abaliva izwi lam : u-Sirayeli akandivumanga.

12 Ndaza ndabanikela ebunqōleni bentliziyo zabo : ukuze bahambe ngawabo amaqinga.

13 Akwaba abantu bam babendiva : akaba u-Sirayeli ubehamba ngendlela zam ;

14 Bendiyakuzitoba kamsinya intshaba zake : ndibase isandla ababandezeli bake.

15 Abayitiyayo I-NKOSI babeyakuzitobela kuyo : libe ngunapakade ixesha lake.

16 Bendiya kumdlisa inqolowa etyebileyo : ndimhlutise ngobusi basemaweni.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO LXXXII.

U-TIXO umi ebandleni lika-Tixo : ugweba epakati kwezipátamandla ;

2 Uti, Koda kube ninina nigweba ngobugqweta : namkele abantu abangendawo ?

3 Tetani ityala losweleyo nelenkedama : gwebelani olusizana nolihlwempu.

4 Sizani osweleyo nehlwempu : bahlanguleni esandleni sabangendawo.

5 Abazi, abaqondi, bahambahamba ebumnyameni : ziyashukuma zonke iziseko zomhlaba.

6 Ndité mna, Ningotixo : nonke ningonyana b-Opezu konke.

7 Noko niyakufa njengabantu : niwe njengomuye kubateteli.

8 Pakama, Tixo, gweba emhlabeni : ngokuba uyakuzidla ilifa wena zonke intlanga.

I-NDUMISO LXXXIII.

TIXO, ungati-cwaka : ungati-tu, ungazoli, Tixo.

2 Ngokuba nanzo intshaba zako zixokozela : abakutiyo bapakamisa intloko.

3 Bagqugula amaqinga ngabantu bako : bacebisane ngabagcinwe nguwe.

4 Bati, Yizani sibanqumle bangabi luhlanga : lingabi sakunjulwa igama lika-Sirayeli.

5 Ngokuba bacebisana ngamxélo mnye : benza umnqopiso ngawe :

6 In-tente zakwa-Edom, nezakwa-Ishmayeli : ama-Mowabi nama-Hagari,

7 Ama-Gebali nama-Amon nama-Amaleki : ama-Filisti nabemi base-Tire ;

8 Ama-Asuri atélele kubo : bancedisana nabantwana baka-Loti.

9 Yenza kubo njengoko wenza ngako kuma-Midiyan : naku-Sisera, naku-Yabin emlanjeni oyi-Kishon ;

10 Abati bona batshabalala e-Endore : baba ngumgquba wokugalelwa emhlabeni.

11 Wenze amanene abo abe njengo-Orebe no-Zebe : zonke inkosi zabo zibe njengo-Zeba no-Tsalimuna ;

12 Bona bati, Masizihlute zibe zezetu : zonke izindlu zika-Tixo.

13 Tixo wam, benze babe njengesaqwiti : njengomququ opétshetwe ngumoya.

14 Njengomlilo ogqiba ihlathi : njengedangatye elitshisa intaba ;

15 Yenjenjalo ukubasukela ngoqwitela lwako : ubakwánqise ngomoya wako ovutuzayo.

16 Buzalise ubuso babo ngehlazo : balifune i-Gama lako, NKOSI.

17 Mabadane bakwánqiswe ngonapakade : babe nentloni, batshabalale ;

18 Ukuze bazi ukuba wena wedwa o-Gama lingu-Yehova : usenyangweni pezu komhlaba wonke.

I-NDUMISO LXXXIV.

HAYI ukutandeka kwezindlu zako : wena NKOSI yemikosi !

2 Umpefumlo wam ulangazelela, uyapéla kukulangazelela intendezezo ze-NKOSI : intliziyo yam nyenya yam zigcobele ku-Tixo opilileyo.

3 Intakana ifumene ikáya, inkonjane izifumanele indlu, apo izalela kóna amatóle ayo : kwa izibingelelo zako, NKOSI yemikosi, Kumkani wam, Tixo wam.

4 Hayi inyweba yabahlala endlwini yako : bayakuhlala bekubonga.

5 Hayi inyweba yomntu omandla akuwe : okumbula umendo oya e-Tsiyon.

6 Bepumele entilini ebafileyo, bayenze ibe nemitombo : ewe, imvula iyivatisa ngamatamsanqa.

7 Baya besomelela ngokomelela : babonakale bonke pambi ko-Tixo e-Tsiyon.

8 Nkosi, Tixo wemikosi, yiva umtandazo wam : wubekele indlebe, Tixo ka-Yakobi.

9 Kangela, Tixo, kaka letu : bukangele ubuso bontanjiswa wako.

10 Inene, imini enye endlwini yako : ilungile kunewaka.

11 Ndingaba ndingumgcini-mnyango endlwini ka-Tixo wam : kunokuhlala ezintenti zenkohlakalo.

12 Ngokuba i-NKOSI u-Tixo ililanga ilikaka : i-NKOSI inika ufefe nozuko ; ayiyikubavimba nto ilungileyo abahamba ngokufezekileyo.

13 Wena NKOSI yemikosi : hayi inyweba yomntu otembele kuwe !

I-NDUMISO LXXXV.

NKOSI, waba netafu kwilizwe lako : ubuyisile abantjwa baka-Yakobi.

2 Ubuxolele ubugwenxa babantu bako : uziselele zonke izono zabo.

3 Uwufinyezile wonke umsindo wako : wabuya ekuvuteni komsindo wako.

4 Sibuyise, Tixo, Msindisi wetu : uyisuse ingqumbo yako kuti.

5 Uyakusiqumbela ngonapakade na : uvutise umsindo wako kuzo zonke izizukulwana ?

6 Akuyikubuya na, usipilise : baze abantu bako bavuye ngawe ?

7 Sibonise ububele bako, NKOSI : usipe usindiso lwako.

8 Mandive oko ayakukuteta u-Tixo, i-NKOSI : kuba uyakuteta uxolo kubantu bake nakwintanda zake ; mabangabuyeli ke ebudengeni.

9 Inene, usindiso lwake lusondele kwabamoyikayo : ukuze luhlale uzuko lwake ezweni lakowetu.

10 Kuhlangene inceba nenyanyiso : kwangene ubulungisa noxolo.

11 Inyaniso iyantshula emhlabeni : ubulungisa buqondele busezulwini.

12 I-NKOSI yona iyakusinika okulungileyo : liti ilizwe letu livelise indyebo yalo.

13 Ubulungisa buyakuhamba pambi kwake : buenze amanyatela ake abe yindlela yokuhanjwa.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO LXXXVI.

TOBABA indlebe yako, NKOSI, undipendule : ngokuba ndiluzizana ndiluhlwempu.

2 Wugcine umpefumlo wam, ngokuba ndiyintanda yako : msindise, wena Tixo wam, umkonzi wako lo utembele kuwe.

3 Nkosi, yiba nofefe kum : ngokuba ndidanduluka kuwe yonke imini.

4 Wuvuyise umpefumlo womkonzi wako : kuba umpefumlo wam ndiwupakamisela kuwe, Nkosi.

5 Ngokuba ulungile wena, Nkosi, uhlalel' ukuxolela : umkulu ngobubele kubo bonke ababizela kuwe.

6 Wubekele indlebe umtandazo wam, NKOSI : ulipulapule izwi lokutafuzisa kwam.

7 Ngemini yokubandezelwa kwam ndiyakubizela kuwe : uyakundipendula ke.

8 Akukò unjengawe, Nkosi, pakati kotixo : akukò zenzo zinjengezako.

9 Zonke intlanga owazenzayo ziyakuza ziqubude pambi kwako, Nkosi : zizukise i-Gama lako.

10 Ngokuba umkulu, wenza imimangaliso : ungu-Tixo wena wedwa.

11 Ndiyalele, NKOSI, indlela yako, ndihambe nge-nyaniso yako : yibandakanye intliziyo yam, ukuba ndiloyike i-Gama lako.

12 Ndiyakubulela kuwe, Nkosi Tixo wam, ngentli-ziyo yonke : ndilizukise i-Gama lako ngonapakade.

13 Ngokuba bukulu ububele bako kum : wawuhla-ngula umpefumlo wam kwelabafileyo.

14 Tixo, abanefatshi basukele pezulu kum : iban-dla labanobuncwangu linxâmele ubomi bam, aku-kâtaaleleki wena emehlweni abo.

15 Ke wena, Nkosi, ungu-Tixo onemfesane, ono-fefe : ozeka kâde umsindo, omkulu ngenceba nyenya-niso.

16 Ndibêke, ube nofefe kum : mpé amandla ako umkonzi wako, umsindise unyana womkonzazana wako.

17 Ndenzele umqondiso wokulungileyo, bawubone abanditayayo, badane : kuba wena, NKOSI, undince-dile, wandituzela.

I-NDUMISO LXXXVII.

USEKO alusekileyo lusezintabeni ezingewele : I-NKOSI iyawatanda amasango e-Tsiyon ngapezu kwayo yonke imizi yakwa-Yakobi.

2 Kutetwa into ezizukileyo ngawe : wena sixeko sika-Tixo.

3 Ndiyakukankanya u-Rahabe ne-Babeli : bengabo bandaziyo ;

4 Bonani i-Filisti, ne-Tire, kunye ne-Kushe : lc wazalelwa kôna.

5 Nangayo i-Tsiyon kuyakutiwa, Lo naló wazalelwa kuyo : abe yena Opezu konke eyizinzisa.

6 I-NKOSI iyakubala ekuzibâleni izizwe : iti, Lo wazalelwa kôna.

7 Baze abavuyayo ngokuvuma nangokududa bati : Yonke imitombo yam ikuwe.

I-NDUMISO LXXXVIII.

NKOSI, Tixo wam, emini ndazibika kuwe, nasebu-suku safikelela kuwe isikâlo sam : mawuze pambi kwako umtandazo wam, toba indlebe yako ekuhlahlambeni kwam.

2 Ngokuba umpefumlo wam uzele zizinto ezimbi : ubomi bam busondele encwâbeni.

3 Ndibalelwe kwabahlala baye emhadini : ndaba nje-ngomntu ongenamandla.

4 Ndilahliwe pakati kwabafileyo, njengababule-weyo belele encwâbeni : ongasabakumbuliyo, bengasekó esandleni sako.

5 Undibeke emhadini ongapantsi : ezindaweni ezi-mnyama, ezinzulwini.

6 Ubushushu bako bundishicilele : undibandezele ngawo onke amaza ako.

7 Ubashenxisele kude kum abo ndazana nabo : undenze ndalisikizi kubo.

8 Ndivalelwe : andinako ukupuma.

9 Iliso lam liyapêla zintsizi : ndidanduluka kuwe, NKOSI, imihla yonke, ndizolulele kuwe izandla zam.

10 Abafileyo uyakubenzela na imimangaliso : kuyaku-vuka izitunzela kusinina, zibulele kuwe ?

11 Kungabaliswa encwâbeni na ububele bako : nokunyaniseka kwako kwelabafileyo ?

12 Yaziswa ebumnyameni na imisebenzi yako ebalulekileyo : nobulungisa bako apo kulityalwa konke ?

13 Ke mna, NKOSI, ndizibika kuwe : kwakusasa umtandazo wam wokuhlangabeza.

14 Uwulahlela-nina, NKOSI, umpefumlo wam : ubusitelise ubuso bako kum ?

15 Ndibandezelwe, ndiyinto efayo kwasebuncinani bam : nditwele izitúso zako, lindikóhlike.

16 Kugqite pezu kwam ukuvuta kwengqumbo yako : izidandatekiso zako zindibángisile.

17 Zindingqongile njengamanzi imini yonke : zindijikelezile kwapéla.

18 Intanda zam nabalingane bam ubakwélelise kude kum : endaweni yezihlobo zam bubumnyama bodwa.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO LXXXIX.

NDIYAKUHLALA ndivuma ngezibele ze-NKOSI : ndiyakwazisa ukutembeka kwako ngomlomo wam kuzo zonke izizukulwana.

2 Ngokuba ndité, Iyakuqiniseka ngonapakade inceba : ukutembeka kwako uyakukuzinzisa emazulwini.

3 Wena uté, Ndenze umnqopiso nomnyulwa wam : ndifungile ku-Davide isicaka sam ;

4 Ndiyakuyizimasa ngonapakade inzalo yako : ndiyimise i-trone yako kwisizukulwana ngesizukulwana.

5 Amazulu ayakudumisa imimangaliso yako, NKOSI : nokutembeka kwako ebandleni labangewe.

6 Ngokuba ngubanina esibákabákéni olingana ne-NKOSI : ngubanina ofana ne-NKOSI pakati konyana baka-Tixo ?

7 U-Tixo ungowokungcangcazelelwa ebúngeni lengelosi : ungo fanelwe kukoyikwa ngapezu kwabo bonke abamngqongileyo.

8 NKOSI, Tixo wemikosi, ngubanina onamandla njengawe : ukutembeka kwako kukungqongile.

9 Nguwena mlauli weratshi lolwandle : ekupakameni kwamaza alo uyawadambisa.

10 Nguwena mtyumzi ka-Yiputa njengobuleweyo : wazicita intshaba zako ngengalo yako eqinileyo.

11 Lelako izulu, ukwangowako umhlaba : nguwe owalisekayo elimiweyo nenzaliseko yalo.

12 Um-Ntla nom-Zantsi wadalwa nguwe : i-Tabore ne-Hermon zimemelela nge-Gama lako.

13 Yeyako ingalo enamandla : somelele isandla sako, sipakamile esokunene sako.

14 Ummiso we-trone yako bubulungisa noku-gweba : inceba nenyano zimi pambi kwako.

15 Hayi inyweba yabantu abakwaziyo ukuduma ngovuyo : bahamba ekukányeni kobuso bako, NKOSI.

16 Bagcoba nge-Gama lako imini yonke : bapakaniswa ngobulungisa bako.

17 Ngokuba isihombo samandla abo nguwe : ekusitandeni kwako upondo lwetu luyakupakanyiswa.

18 Ngokuba likuyo i-NKOSI ikáka letu : ukuye Oyingewe ka-Sirayeli ukumkani wetu.

19 Waká wateta ngombono kubangewe bako, wati : Ndimpátisile onamandla igunya lokunceda, ndipakamise onyuliweyo ebantwini.

20 Ndifumene u-Davide isicaka sam : ndimtambisile nge-oli yam engewe ;

21 Soqiniseka kuye isandla sam : iti ingalo yam imomeleze.

22 Utshaba aluyikumqubula : nonyana wobugqweta akayikumcinezela.

23 Ndiyakubaqoba pambi kwake ababandezeli bake : ndibabulale abo bantiyayo.

24 Inyaniso yam nenceba yam iyakuba naye : luyakupakama upondo lwake nge-Gama lam.

25 Ndiyakusisa elwandle isandla sake : nesokunene sake kwimilambo.

26 Yena uyakundibiza esitl, Ungu-Bawo : u-Tixo wam, neliwa lokundisindisa.

27 Mna ke ndiyakumenza owamazibulo : abe pezu kokumkani bomhlaba.

28 Ndiyakumgecinela inceba yam ngonapakade : uti umnqopiso wam uqiniselwe kuye.

29 Ndiyakuyimisa ngonapakade inzalo yake : ne-trone yake njengemihla yezulu.

30 Ukuba bate abantwana bake bawulahla umyalelo wam : abahamba ngamasiko am ;

31 Ukuba bate bayihlambela imimiselo yam : abayigcina imiteto yam ;

32 Ndoluvelela urefo lwabo ngentonga : nobugwenxa babo ngemivumbo.

33 Ke yona inceba yam andiyikuyisusa kuye : ndingatshitshi ekutembekeni kwam ;

34 Andiyikuwuhlambela umnqopiso wam : ndiyijike into epumē emlonjeni wam.

35 Ndabufunga kwakanye ubungewele bam : ndatl, Inene, andiyikumkohlisa u-Davide.

36 Inzalo yake iyakubakō ngonapakade : ne-trone yake njengelanga pambi kwam.

37 Iyakuqiniseka njengenyanga ngonapakade : nje-ngenqina elitembekileyo ezulwini.

38 Ke wena umcekisile, umlahlile : umpéte ngomsindo umtanjiswa wako.

39 Uwudelile umnqopiso wesicaka sako : usidyo-bile wasikáhlela pantsi isitsaba sake.

40 Uzityobozile zonke intango zake : uzenze inxawa inqaba zake.

41 Bayampánga bonke abadlula ngendlela : waba yingcikivo kubamelwane bāke.

42 Usipakamisile isandla sokunene sabambandezelayo : uzivuyisile zonke intshaba zake.

43 Walubuyisa uhlangoti lweřele lake : akwammisa emfazweni.

44 Ulucimile uzuko lwake : uyikáhlele emhlabeni i-trone yake.

45 Imihla yobutsha bake uyinqumle : wamambatisa ngokudana.

46 Koda kube ninina, NKOSI, uyakuzisitelisa : uvute njengomlilo umsindo wako ngonapakade na ?

47 Kumbula ukuba futshane kwexesha lam : ubadalele-nina baba yinto engento bonke abantwana babantu ?

48 Nguwupina ohleliyo ongayikukubona ukufa : enokusindisa umpefumlo wake emandleni enwāba ?

49 Zipina izibele zako zangapambili, Nkosi : owamfungela zona u-Davide ngokutembeka kwako ?

50 Kumbula, Nkosi, ukungcikiveka kwezicaka zako : nokutwala kwam entliziyweni ingcikivo zezizwe ezininzi ;

51 Ezati intshaba zako, NKOSI, zangcikiva ngazo : zingcikiva amanyatela omtanjiswa wako.

52 Mayibongwe I-NKOSI : kude kube ngunapakade. Amen.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO XC.

NKOSI, ulikāya letu : izizukulwana ngezizukulwana.

2 Kungekazalwa ntaba, ungekavelisi hlabati nazwe limiweyo : kususela kwasepakadeni kude kuse epakadeni ungu-Tixo wena.

3 Umbuyisela umntu elutulini : uti, Buyani, bonnyana babantu.

4 Ngokuba iwaka leminyaka emehlweni ako linjengemini yezolo xa idlulayo : linjengomlindo wasebusuku.

5 Uyabakūkūlisa, banjengobutongō : ngengomso banjengencā ehlumayo.

6 Kusasa iyatyatyamba, ibuye ihlume : ngokuhlwa iyasikwa, yome.

7 Ngokuba siyapela ngumsindo wako : sikwanqiswe bubushushu bako.

8 Ububeke ubugwenxa betu pambi kwako : nezono zetu zangasese uzibeke ekukanyiseleni kobuso bako.

9 Ngokuba yonke imihla yetu isangene ngomsindo wako : siyipelise iminyaka yetu njengencwina.

10 Imihla yeminyaka yetu iseminyakeni engamashumi asixenxe; ukuba site somelela, ibe ngamashumi asibizo : liti iqayiya layo libe kukwapuka nenkatazo, kuba ipela kamsinya, simke singabi sabikó.

11 Ngubanina owaziyo amandla onisindo wako nobulalafume bako : ngoko ufanele ukoyikwa ngako ?

12 Sazise kanye ukuyibala imihla yetu : ukuze sizuze intliziyo elumkileyo.

13 Buya, NKOSI, koda kube ninina : uzohlwaye ngenxa yabakonzi bako.

14 Sikólise kwakusasa ngenceba yako : simemelele sivuye yonke imihla yetu.

15 Sivuyise ngokwemihla owasicinezela ngayo : ngokweminyaka esabona ububi ngayo.

16 Mayibonakale kubakonzi bako imisebenzi yako : nobungangamsha bako kubantwana babo.

17 Ububele be-NKOSI u-Tixo wetu mabube pezu kwetu : zimasa, Tixo, izenzo zezandla zetu pezu kwetu, izenzo zezandla zetu uzizimase zona.

I-NDUMISO XCI.

OHLELI esiteni l-Osenyangweni : ikaya lake lise-
mtunzini ka-Somandla.

2 Ndiyakuti e-NKOSINI, Hlathi lam, mboniselo yam : Tixo wam, enditembela kuye.

3 Kuba nguye oyakukhlangula emgibeni womtiyeli : nakwisifo esibubisayo.

4 Wokugubungela ngentsiba zake, uzimele pantsi kwamapiko ake : inyaniso yake iyakuba likaka kuwe.

5 Akuyikoyikiswa zitiso zasebusuku : nalutolo lutolwa emini ;

6 Nandyikitya yakufa ihamba ebunmyameni : nasifo sibubisayo sibuka emini enkulu.

7 Kungawa iwaka ecaleni kwako, neshumi lamwaka ngasekunene kwako : kodwa kungasondeli nto kuwe.

8 Wokangela ngamehlo ako odwa : ubonele ukubuyezekwa kwabangendawo.

9 Ngokuba nguwe, NKOSI, ihlathi lam : umenze Opezu konke ikaya lako ;

10 Akuyikuhlelwa bubi : kungafiki sibeto ententeni yako.

11 Ngokuba i-ngelosi zake uziwisele umteto ngawe : ukuba zikugcine ezindleleni zako zonke.

12 Zikutwale ngezandla zazo : hleze ubeteke ngo nyawo lwako etyeni.

13 Wonyatela pezu kwengonyama nenyushu : ingonyama entsha nenamba uyinyashe ngenyawo.

14 Ngokuba enditandile ndomsiza : ndimpakamise, ngokuba elazile i-Gama lam.

15 Wobizela kum, ndimpandule : ndoba naye embandezelweni ; ndomhlangula, ndimzukise ;

16 Ndimanelise ngento emenzi yemihla : ndimbonise ukusindisa kwam.

I-NDUMISO XCII.

KULUNGILE ukubulela e-NKOSINI : ukudumisa i-
Gama lako, wena Usenyangweni ;

2 Ukuyixela kwakusasa inoeba yako : nenyano yako ebusuku,

3 Ngowentambo ezilishumi nangomfube : nango-hadi lusitsho kalusizi.

4 Ngokuba undivuyisile, NKOSI, ngomsebenzi wako : ndomemelela ngezenzo zezandla zako.

5 Hayi ukuba zikulu kwezenzo zako, NKOSI : zinzulu kakulu ingcinga zako.

6 Osityakala akanakwazi : isidenge asikuqondi oku ;

7 Ekuhlumeni kwabangendawo njengotyani, eku-cumeni kwabasebenza inkohlakalo, kukuze batsha-balale ngonapakade : ke wena, NKOSI, upezu konke ngonapakade.

8 Ngokuba intshaba zako, NKOSI, inene, intshaba zako ziyakutshabalala : bayakucitacitwa bonke abase-benza inkohlakalo.

9 Kanti upondo lwam ulupakamisile njengolwe-nyati : ndigalelwe i-oli entsha.

10 Iliso lam libonele okwenziwe kwintshaba zam ezindilalelayo : indlebe zam zivile ngabandisukelayo, bengabenzi bobubi.

11 Amalungisa ayakuhluma njengesundu : akule njengom-sedare wase-Lebanon.

12 Bemiliswe nje endlwini ye-NKOSI : bayaku-hluma ezintendelezweni zo-Tixo wetu.

13 Bayakucuma besebenzimvi : bayakuba betye-bile, beluhlaza ;

14 Kukuze baxele ukuba i-NKOSI ilungile : ililiwa lam, kungekó kungalungisi kuyo.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XCIII.

I-NKOSI ingu-Kumkani ; izambatise ubunganga-msha : i-NKOSI yazambatisa, izibinqise amandla.

2 Lizinzile ke elimiweyo : alinakushukunyiswa.

3 I-trone yako izinzile kwakudala : kwasepakadeni ukó wena.

4 Imilambo ipakamisile, NKOSI, imilambo ipakamise izwi layo : imilambo ipakamise isandi sayo.

5 Ngapezu kwezandi zamanzi amaninzi anamandla, ngapezu kwamaza olwandle : inobungangamsha i-NKOSI epezulu.

6 Izingqiniso zako, NKOSI, ziqinisekile kunene : ubunge-wele buyifanele indlu yako ngonapakade.

I-NDUMISO XCIV.

TIXO wempindezelo, NKOSI : Tixo wempindezelo, zibonakalise.

2 Zipakamise, Mgwebi womhlaba : babuyisele impáto yabo abanefatshi.

3 NKOSI, koda kuba ninina abangendawo : kuninina abangendawo bevuyelela ?

4 Bapololoza, bateta ngokusa : bonke abenzi bobubi bazipáta ngeratshi.

5 Batyumza abantu bako, NKOSI : bacinezela ilifa lako.

6 Babulala umhlokokazi nowasemzini : bancinita nenkedama.

7 Batí ke, Ayiboni i-NKOSI : akagqali u-Tixo ka-Yakobi.

8 Qondani, nina bazityakala ebantwini : nina zidenge, noda niqonde ninina ?

9 Omilisele indlebe, akayikuva na : obumbe iliso, akayikukangela na ?

10 Umtetisi wentlanga akayikohlwaya na : engofundisa abantu ukwazi ?

11 I-NKOSI iyazazi ingcinga zabantu : kuba bangu-mpúnga wodwa.

12 Hayi inyweba yomntu omtetisayo, NKOSI : omfundisayo ngomyalelo wako ;

13 Ukuba umzolise emihleni yobubi : ade ambélwe isihogo ongendawo.

14 Ngokuba I-NKOSI ayiyikubalahla abantu bayo : ingalishiyi ilifa layo.

15 Ngokuba umgwebo uyakubuya udibane nobulungisa : bawulandele bonke abantliziyo zite-tye.

16 Ngubanina oyakumelana nabanobubi ngenxa yam : ngubanina oyakumelana nabasebenza inkohlakalo ngenxa yam ?

17 Ukuba I-NKOSI ibingandinceedanga : umpefumlo wam unge uhle msinya, waya apo kutiwa-cwaka.

18 Ukuba nditl, Unyawo lwam luyatyibilika : isuka inceba yako, NKOSI, indixáse.

19 Ekupazameni kwam zingcingane ezininzi : intatuzelo zako ziwuyolisa umpefumlo wam.

20 Ingaqélana nawe na i-trone yentshabalaliso : eqinga ububi ngommiselo ?

21 Bahlanganyela umpefumlo welungisa : bali-gwebe igazi elingenatyala.

22 Kanti ke I-NKOSI yayinqaba kum : u-Tixo wam waba liliwa endiziméla ngalo.

23 Uyakubuyisela kubo inkohlakalo yabo, ababá-ngise ngobubi babo : iyakubabángisa I-NKOSI, u-Tixo wetu.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO XCV.

YIZANI siculele I-NKOSI : sigcobebe kwiliwa losindiso lwetu.

2 Masize pambi kwayo sinombulelo : sigcobebe kuyo ngamaculo.

3 Ngokuba I-NKOSI ingu-Tixo omkulu : ingu-Kumkani omkulu pezu kwabo bonke otixo.

4 Inzulu zomhlaba zisesandleni sake : nencopo zentaba zezake.

5 Ulwandle lolwake, walwenza : nezandla zake zawubumba umhlaba owomileyo.

6 Yizani, masiqubude siwe pantsi : siguqe pambi kwe-NKOSI u-Mdali wetu.

7 Ngokuba ngu-Tixo wetu yena : tina singabalúswa nguye, sizigusha zesandla sake.

8 Namhla, ukuba ninokuliva izwi lake ! Musan' ukuzenza lukuni intliziyo zenu : njengomhla wempikiswano, mini nandilingayo entlango.

9 Oko bandilingayo oyihlo : bandicikida, bewubona umsebenzi wam.

10 Iminyaka emashumi mane ndaruquka sesisizukulwana, ndatl : Ngabantu abapambukayo ngentliziyo, abazazi indlela zam.

11 Ndada ndafunga ndinomsindo, ndatl : Abasayikungena ekupumleni kwam.

I-NDUMISO XCVI.

VUMANI e-NKOSINI ingoma entsha : vumani e-NKOSINI, mhlaba wonke.

2 Vumani e-NKOSINI, bongani i-Gama layo : shumayelani imini ngemini indaba ezilungileyo zosindiso lwayo.

3 Balisani ezintlangeni uzuko lwayo : nemimangaliso yayo ezizweni zonke.

4 Ngokuba inkulu I-NKOSI, yeyokudunyiswa kune : iyoyikeka yona ngapezu kotixo bonke.

5 Ngokuba bonke otixo bezizwe abanto zanto : I-NKOSI yona yenza amazulu.

6 Bubungamsha nobukulu pambi kwayo : ngamandla nokuhomba engeweleni yayo.

7 Yimikeni I-NKOSI, nina mizalwane yezizwe : yimikeni I-NKOSI uzuko namandla.

8 Yimikeni I-NKOSI uzuko lwe-Gama layo : zisani iminikelo, nize ezintendelezweni zayo.

9 Qubudani e-NKOSINI, nivete ezingwele : tutu-melani pambi kwayo, mhlaba wonke.

10 Yitini ezintlangeni, I-NKOSI ingu-Kumkani : lizinzile ngoko elimiweyo, alinakushukunyiswa ; iyakugweba pakati kwezizwe ngobulungisa.

11 Malivuye izulu, ugcobe umhlaba : malugqume ulwandle, nenzaliseko yalo.

12 Malivuye ilizwe, nento yonke ekulo : ize yonke imiti yehlati imemelele pambi kwe-NKOSI,

13 Ngokuba isiza ; isiza kugweba elimiweyo : iya-kugweba elimiweyo ngobulungisa, nezizwe ngokunyana kwayo.

I-NDUMISO XCVII.

I-NKOSI ingu-Kumkani, mawugcobe umhlaba : mabavuye abeziqiti ezininzi.

2 Ngamafu nesitokotoko ngenxa zonke kuyo : bulungisa nokugweba ummiso we-trone yayo.

3 Kuhamba umlilo pambi kwayo : utshisa intshaba zayo ngenxa zonke.

4 Yakanyisa elimiweyo imibane yayo : wabonela umhlaba, watutumela.

5 Intaba zanyibilika njengomtwebeba pambi kwe-NKOSI : pambi kwe-Nkosi yomhlaba wonke.

6 Amazulu axela ubulungisa bayo : zilubone uzuko lwayo zonke izizwe.

7 Mabadaniswe bonke abakonza imifanekiso eqingqiweyo, abaqayisa ngento ezingento : qubudani kuyo, nonke nina botixo.

8 Yeva yavuya i-Tsiyon : zagcoba intombi zakwa-Yuda, ngenxa yezigwebo zako, NKOSI.

9 Ngokuba nguwe, NKOSI, osenyangweni pezu komhlaba wonke : upakanyiswe kunene ngapezu kotixo bonke.

10 Nina nitanda I-NKOSI, kutiyeni okubi : iyayi-

gcina imipefumlo yentanda zayo ; izihlangule esandleni sabangendawo.

11 Ukukanya kuwavelele amalungisa : novuyo lubavelele abantliziyo inyanisekileyo.

12 Vuyani nge-NKOSI, nina malungisa : nibulele kwi-Gama layo elingwele.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO XCVIII.

VUMELANI I-NKOSI ingoma entsha : ngokuba yenze imimangaliso.

2 Isandla sayo sokunene, nengalo yayo engwele : iyizuzele uloyiso.

3 I-NKOSI ilwazisile usindiso lwayo : ubulungisa bayo ibutyilile emehlweni entlanga.

4 Ikumbule inceba yayo nokunyaniseka kwayo kwindlu ka-Sirayeli : zonke izipelo zomhlaba zilubonile usindiso lo-Tixo wetu.

5 Vumelani I-NKOSI, nonke nina mihlaba : culani, nimemelele ngovuyo, nidumise.

6 Yibeteleni I-NKOSI uhadi : uhadi nelizwi lendumiso.

7 Ngamaxilongo nangezwi lesigodlo : dumani pambi kwe-NKOSI u-Kumkani.

8 Malugqume ulwandle nenzaliseko yalo : elimiweyo nabemi balo.

9 Imilambo mayibete izandla, nentaba zimemelele kunye pambi kwe-NKOSI : ngokuba isiza kugweba umhlaba.

10 Iyakugweba elimiweyo ngobulungisa : nezizwe ngokulungileyo.

I-NDUMISO XCIX.

I-NKOSI ingu-Kumkani ; ziyangcangazela izizwe : ihleli ngapezu kwe-kerubime ; uyashukuma umhlaba.

2 I-NKOSI inkulu e-Tsiyon : ipakamile ngapezu kwelizwe zonke.

3 Mababulele kwi-Gama lako elikulu eloyikekayo : ung-Oyingewele yena.

4 Amandla okumkani atanda umgwebo ; nguwe ozimasile ubulungisa : nguwe owenze umgwebo nobulungisa kwa-Yakobi.

5 Yipakamiseni I-NKOSI u-Tixo wetu : niqubude pambi kwe-situlo senyawo zayo ; ung-Oyingewele yena.

6 O-Moses no-Arone pakati kwababingeleli bake, no-Samuweli pakati kwabalingulayo i-Gama lake : babizela e-NKOSINI, yabapendula ke yona.

7 Wateta kubo esemqulwini welifu : bazigcina izinqiniso zake, nommiselo awabanika wona.

8 NKOSI, Tixo wetu, nguwe owabapendulayo : waba ngu-Tixo oxolelayo kubo, waba ngumpindezeli wentlondi zabo.

9 Yipakamiseni I-NKOSI u-Tixo wetu, niqubude entabeni yayo engewele : ngokuba ingewele I-NKOSI u-Tixo wetu.

I-NDUMISO C.

GCOBELANI I-NKOSI, mhlaba wonke : yikonzeni I-NKOSI nivuya, nize pambi kwayo nine-ngoma.

2 Yazini ukuba I-NKOSI ingu-Tixo yona : nguywe owasenzayo, singabake tina ; singabantu bake, negusha zedlelo lake.

3 Ngenani emasangweni ake nibulela, ezintendelezweni zake nidumisa : bulelani kuye, nilincome i-Gama lake.

4 Ngokuba I-NKOSI inomsa, itafu layo lingunapakade : ukunyaniseka kwayo kukwizizukulwana ngezizukulwana.

I-NDUMISO CI.

NDIYAKUVUMA ngenceba nomgwebo : ndidumise wena, NKOSI.

2 Ndiyakunyamekela : indlela yengqibelelo ;

3 Uyakuza ninina kum : ndiyakuhlala endlwini yam ngengqibelelo yentliziyo.

4 Andiyikubeka nto ilisikizi pambi kwamehlo am ; nditiyile izenzo zobugwenxa : into enjalo ayiyikunamatela kum.

5 Intliziyo enamamenemene iyakumka kum : into embi andiyikuyazi.

6 Omhlebayo ummelwane wake ngasese : lowo ndiyakumbangisa.

7 Omehlo anefatshi, ontliziyo ikukumeleyo : lowo andiyikumnyamezela.

8 Amehlo am akangela abanyanisekileyo ezweni : ukuze bahlale nam.

9 Ohamba ngendlela yengqibelelo : lowo woba ngumkonzi wam.

10 Owenza inkohliso akayikuhlala endlwini yam : oteta ubuxoki akayikuma pambi kwamehlo am.

11 Imini ngemini ndiyakubabangisa bonke abakohlakeleyo belizwe : ukuze ndibanqumle emzini we-NKOSI bonke abasebenza ubungendawo.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO CII.

NKOSI, wuwe umtandazo wam : kufike kuwe ukuzibika kwam.

2 Ubuso bako ungabusitelisi kum ngemini yokubandezelwa kwam : nditobele indlebe yako ; ngemini endidanduluka ngayo kauleza undipendule.

3 Ngokuba iyapela imihla yam njengomsa : ati amatambo am avute njegeziko.

4 Ibetwe yoma njengotyani intliziyo yam : ngokuba ndilibele nokudla isonka sam.

5 Ngenxa yezwi lokugcuma kwam : amatambo am atshele enyameni yam.

6 Ndifana nengwangube entlango : ndinjengesi-kôva sasemanxuweni.

7 Andilali, ndinjengentaka : eyodwa pezu kwen-
ndlu.

8 Imini yonke ziyandingcikiva intshaba zam : abagezela kum bayandituka.

9 Ngokuba ndidile ututu njengesonka : into endiyiselayo ndiyipitikeze nenyembezi,

10 Ngenxa yobufalafume nomsindo wako : ngokuba undifunqule wandilahla.

11 Imihla yam injengamatunzi okuhlwa : ndiyabuna njengotyani.

12 Ke wena, NKOSI, uhleli ngonapakade : i-Gama lako likwizizukulwana ngezizukulwana.

13 Nguwe oyakuma uyipâte i-Tsiyon ngemfesane : selilixesha lokuba ube nobubele, ngokuba lifikile ixesha elimisiweyo.

14 Ngokuba izicaka zako ziyawatanda amatye ayo : ziba nosizi ngenxa yenkunkuma yayo.

15 Intlanga zona ziyakuloyika i-Gama le-NKOSI : nokumkani bonke bomhlaba boyike ubuqaqauli bayo ;

16 Ngokuba I-NKOSI iyakile i-Tsiyon : ibonakele ebuqaqaulini bayo ;

17 Iwubékile umtandazo wabazintsizana : ingawudelanga umtandazo wabo.

18 Oko kuyakubálelwa isizukulwana esizayo : abantu abazakudalwa bayakuyidumisa I-NKOSI.

19 Ngokuba iqondele isendaweni yayo engewele : I-NKOSI isezulwini yondela emhlabeni ;

20 Ukuba ikuve ukugcuma kwabakonxiweyo : ibakúlule abasemgcipekweni wokufa ;

21 Ukuze babalisele e-Tsiyon nge-Gama le-NKOSI : nangendumiso yayo e-Yerusalem ;

22 Zakuhlanganisana izizwe, nezikumkani : ukuba zikonze I-NKOSI.

23 Yena uwatobile endleleni amandla am : wayifinyeza imihla yam.

24 Ndiyakutí, Tixo wam, ungandisusi pakati kwemihla yam : ikwizizukulwana ngezizukulwana iminyaka yako.

25 Wawuseka kudala umhlaba : amazulu angumsebenzi wezandla zako.

26 Ziyakutshabalala ezonto, wena ke ume : zona zonke ziyakonakala njengengubo ;

27 Woziguqula njengesambato, ziguqulwe ke : kanti wena ungokôyo, iminyaka yako ayiyikuba nasipêlo.

28 Abantwana bezicaka zako bayakuhlala : iti inzalo yabo izimaseke pambi kwako.

I-NDUMISO CIII.

YIBONGE I-NKOSI, mpefumlo wam : ilibonge i-Gama layo into yonke engapakati kwam.

2 Yibonge I-NKOSI, mpefumlo wam : ungazilibali zonke izincedo zayo ;

3 Uloxelela bonke ubugwenxa bako : ulopilisa zonke izifo zako ;

4 Ulokúlula ubomi bako esihogweni : akutwese inceba nemfesane ;

5 Lo uwuzalisayo umlomo wako ngento ezilungileyo : buhlaziyeke ubutsha bako njengobexálanga.

6 Yi-NKOSI umenzi wobulungisa nezigwebo : ngenxa yabaxinezweyo bonke.

7 Indlela zayo yazixela ku-Moses : nezenzo zayo kubantwana baka-Sirayeli.

8 Inemfesane, inobubele I-NKOSI : izeka kade umsindo, inkulu ngenceba.

9 Ayiyikuhlala itetisa : ayiwugcini umsindo ngonapakade.

10 Ayenzanga kuti ngokwezono zetu : ayisipátanga ngokobugwenxa betu.

11 Ngokuba njengokupakama kwezulu pezu komhlaba : kunjalo ubukulu benceba yayo kwabayoyikayo ;

12 Kunjengokuba kude kwempumalanga entshonalinga : ukuzikwélelisa kwake kuti izigqito zetu.

13 Kunjengokusikwa yimfesane koyise kubantwana : ukusikwa yimfesane kwe-NKOSI kwabayoyikayo.

14 Ngokuba iyakwazi yona ukudalwa kwetu : ikumbula ukuba silutuli.

15 Hayi umntu, injengotyani imihla yake : njengentyantambo yasendle kunjalo ukutyatyamba kwake.

16 Xa ute umoya wadlula kuyo, ayibikò : ingabi sazana nayo indawo yayo.

17 Ke yona inceba ye-NKOSI ikwabayoyikayo kususela epakadeni kude kuse epakadeni : nobulungisa bayo bukubantwana babantwana ;

18 Kwabawugeinayo umnqopiso wayo : kwabazikumbulayo iziyalezo zayo ukuba bazenze.

19 I-NKOSI iyizinzisile ezulwini i-trone yayo : ubukumkani bayo bulaula into yonke.

20 Yibongeni I-NKOSI, nina zi-ngelosi zayo, nina nigqitisele ngamandla : nisenza ilizwi layo, nipulapula izwi lomteto wayo.

21 Yibongeni I-NKOSI, nonke mikosi yayo : nina bakonzi bayo, benzi bokutanda kwayo.

22 Yibongeni I-NKOSI, nonke misebenzi yayo, ezindaweni zonke zokulaula kwayo : yibongeni I-NKOSI, wena mpefumlo wam.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA

I-NDUMISO CIV.

YIBONGE I-NKOSI, mpefumlo wam : NKOSI, Tixo wam, umkulu kakulu ; wambete ubungangamsha nobuhandiba.

2 Ulowambete ukukanya njengengubo : ulowaneka amazulu njengelengalenga len-tente ;

3 Ulomisa emanzini intsika zesibákabáka : ulowenza amafu inqwelo yake, ahambe ngamapiko omoya ;

4 Ulowenza izitunywa zake imimoya : abakonzi bake umlilo olenyayo.

5 Wawumisa umhlaba pezu kweziseko zawo : ukuba ungabi nakushukunyiswa napakade.

6 Wawugubungela ngamanzi enzulu njengesambato : ema amanzi ngapezu kwentaba.

7 Ekukalimeleni kwako asaba : ezwini lendudumo yako abaleka ngokunkwantya.

8 Kwenyuka intaba, kwehla intlambo : aya amanzi kulandawo ubuwamisele yona.

9 Wamisa umda ukuba angegqiti : angabuye awugungele umhlaba.

10 Ulotuma imitombo iye ezihlanjeni : ihamba pakati kwentaba ;

11 Iseza zonke inyamakazi zasendle : amaqwaqa aqabala inxano lawo.

12 Kuhlala pezu kwayo intaka zasendle : zicula pakati kwamasebe.

13 Ulonyakamisa intaba ngemvula yakumagumbi ake apezulu : uhluti umhlaba ziqámo zezenzo zako.

14 Ulontshulisela inkomo utyani : nemifuno yokunceda abantu ;

15 Ukuze kupume isonka emhlabeni, ne-wayine yokuvuyisa intliziyo yomntu : ne-oli ekazimlisa ubuso, nesonka sokuxása intliziyo yomntu.

16 Imiti ye-NKOSI ihluti nayo : kwa imi-sedare yase-Lebanon eyayityalayo ;

17 Apo zakéla kóna intaka : ingwamza, isemikó-beni indlu yayo.

18 Intaba zona ezipakamileyo zezamagogo : amawa ayaqaba yembila.

19 Inyanga wayenza ibe yeyamaxsha amisiweyo : ilanga liyakwazi ukutshona kwalo.

20 Wenza ubumnyama, kube sebusuku : apume ngabo onke amařamncwa ehlati.

21 Ingonyama ezintsha zigqumela into edliwayo : zifuna ukudla kwazo ku-Tixo.

22 Lakupuma ilanga, ziyemka kunye : ziye kubutuma ezindaweni zazo.

23 Ati umntu apume aye emsebenzini wake : nasekukonzeni kwake, kude kuhlwe.

24 Hayi ukuba zininzi izenzo zako, NKOSI : zonke zipéla uzenze ngobulumko ; uzele umhlaba zizidalwa zako.

25 Naluya ulwandle, lukulu, lubanzi : kulapo zikóna izinto ezihambayo ezingenakubalwa, izinto ezipilileyo, ezinkulu nezincinane.

26 Kulapo kuhamba inqanawa : kwa nomnenga, owawudalela ukuba udlale kulo.

27 Zonke ezonto zipéla zikangela kuwe : ukuba uzinike ukudla kwazo ngexesha elililo.

28 Uyazinika, zicóle : uyasivula isandla sako, zihlute kokulungileyo.

29 Uyabusitelisa ubuso bako, zisuke zotúswe : uyawususa umpefumlo wazo, ziti-bānga, zibuyele elutulinilwazo.

30 Utuma umoya wako, ziyadalwa : ubuhlaziye ubuso bomhlaba.

31 Uzuko lwe-NKOSI maluhlale ngonapakade : I-NKOSI mayivuye ngezenzo zayo.

32 Ulobéka emhlabeni, uzamazame : ulocúkumisa intaba, ziqúme ke.

33 Ndiyakuvuma e-NKOSINI logama ndidla ubomi : ndiyakumdumisa u-Tixo wam ekubeni ndingokóyo.

34 Ukucamanga kwam makwamkeleke kuye : mna ke, ndiyakuvuya ngayo I-NKOSI.

35 Mabagqitywe emhlabeni aboni, bangabi sabikó abangendawo : yibonge I-NKOSI, wena mpefumlo wam. Haleluya.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO CV.

BULELANI e-NKOSINI, livakaliseni i-Gama layo : yazisani ezizweni izenzo zayo.

2 Vumani kuyo, niyidumise : xoxani ngemisebenzi yake wonke ebalulekileyo.

3 Qáyisani nge-Gama layo elingwele : mayivuye intliziyo yabayifunayo I-NKOSI.

4 Nxámelani I-NKOSI namandla ayo : funani ubuso bayo ngamaxesha onke.

5 Kúmbulani imisebenzi yayo ebalulekileyo eyayenzayo : izimanga zayo, nezigwebo zomlomo wayo ;

6 Nina nzala ka-Abraham, umkonzi wayo : bonyana baka-Yakobi, eningabanyulwa bayo.

7 Yi-NKOSI u-Tixo wetu yena : zisemhlabeni wonke izigwebo zake.

8 Ukúmbula ngonapakade umnqopiso wake : ilizwi awalimisela iwaka lezizukulwana ;

9 Kwa umnqopiso awawenzayo no-Abraham : nesi-fungo awasifungelayo u-Isake.

10 Awawumisayo ukuba ube ngummiselo ku-Yakobi : ube ngumnqopiso ongunapakade ku-Sirayeli ;

11 Esiti, Ndiyakunikisa ilizwe lase-Kanan : libyindawo yelifa lenu ;

12 Besengamadoda ambalwa : bebancinane, benga-bapambukeli kulo.

13 Babehamba besuka kolunye uhlanga, besiya kolunye : besuka kwelinye ilizwe, besiya kwabanye abantu.

14 Akavumelanga mntu ukuba abaxinezele : wahlwaya okumkani ngenxa yabo ;

15 Esiti, Ningabacukumisi abatanjiswa bam : ningabapáti kakubi aba-profite bam.

16 Wabiza indlala, yeza pezu kwelizwe : wawapúla wonke umsimelelo wabo osisonka.

17 Watuma indoda pambi kwabo, u-Yosefu : kwatengiswa ngaye waba líkóboka.

18 Bazicinezela inyawo zake ngamakamandela : wangenwa bubufára umpefumlo wake ;

19 Kwada kwafika ixesha lokuba kuzaliseke ilizwi lake : isitembiso se-NKOSI samcikida.

20 Watuma ukumkani, wamkúlula : umlauli wezi-zwe wamvulela.

21 Wamenza umpáti wendlu yake : umlauli wempahla yake yonke ;

22 Ukuba abakonxe abateteli bake ngokuzitandela kwake : amadoda ake amakulu awafundise ubulumko.

23 Wati u-Sirayeli weza e-Yiputa : u-Yakobi wapambukela ezweni lakwa-Ham.

24 Wacúmisa kakulu abantu bake : wabomeleza ngapezu kwababandezeli babo.

25 Wajika intliziyo zabo ukuba babatiye abantu bake : babapáte abakonzi bake ngenkohliso.

26 Watuma u-Moses isicaka sake : no-Arone awamnyulayo.

27 Wayenza pakati kwabo imiqondiso yake : nezimanga zake ezweni lakwa-Ham.

28 Watumela ubumnyama, kwaba mnyama kanye : ababa nakuwapikisa amazwi ake.

29 Wawaguqula amanzi abo, aba ligazi : wazibulala intlanzi zabo.

30 Ilizwe labo lanyakazela amasele : emagumbini okumkani babo.

31 Wateta, zafika izibawu : nengcongconi emimandleni yabo yonke.

32 Imvula zabo wazenza zasicóto : umlilo walenya ezweni labo.

33 Wagqiba imi-diliya nemikiwane yabo : wayapúla imiti emimandleni yabo.

34 Watsho, kwafika inkumbi : nomqikela, into engenakubalwa,

35 Zayidla imifuno yonke ezweni labo : zazidla iziqámo zomhlaba wabo.

36 Waza wababulala bonke abamazibulo ezweni labo : ulibo lwamandla abo onke.

37 Wabakúpa ke abake bene-silvere ne-golide : akwabikó ukúbekayo ezizweni zake.

38 Yavuya i-Yiputa ekupumeni kwabo : ngokuba yafikelwa kukoyika ngenxa yabo.

39 Waneka ilifu lokubasitelisa : nomlilo wokukányisa ebusuku.

40 Bacela, waza wazisa izagwityi : wabahlutisa nangesonka sasezulwini.

41 Wavula iliwa, ampompoza amanzi : ahamba engumlambo enkangala.

42 Ngokuba wakúmbula ilizwi lake elingwele : wakúmbula u-Abraham isicaka sake.

43 Wabakúpa abantu bake benemihlali : abanyulwa bake bememelela.

44 Wabanika amazwe entlanga : bazitabatela inzu-zo yokwapúka kwezizwe.

45 Ukuze bayigcine imimiselo yake : bayibambe imiyalelo yake. Haleluya.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO CVI.

HALELUYA. Bulelani e-NKOSINI, ngokuba ilungile : ngokuba ingunapakade inceba yayo.

2 Ngubanina onokuyixela imimangaliso ye-NKOSI : onokuyivakalisa yonke indumiso yayo ?

3 Hayi inyweba yabagcina inyaniso : yabenza ubulungisa ngamaxesha onke !

4 Ndikumbule, NKOSI, undamkele ndawonye nabantu bako : ndivelele ngosindiso lwako ;

5 Ukuze ndibone inyweba yabanyulwa bako : ndivuye ekuvuyeni kohlanga lwako, ndiqayise kunye nelifa lako.

6 Sonile tina nobawo : senze ubugwenxa, senze okungendawo.

7 Obawo abagqalanga imiqondiso yako e-Yiputa, abakumbulanga ubuninzi bezibele zako : bapika elwandle, e-Lwandle olu-Bomvu.

8 Kanti noko u-Tixo wabasindisa ngenxa ye-Gama lake : ukuze abazise amandla ake.

9 Walukalimela u-Lwandle olu-Bomvu, loma : wabahambisa ezinzulwini zamanzi, kwanga kuse-ntlango.

10 Wabahlangula esandleni sababatiyayo : wabakulula esandleni sotshaba.

11 Amanzi agubungela ababandezeli babo : akwasala namnye kubo.

12 Bakolwa ke ngamazwi ake : bayivuma indumiso yake.

13 Kanti bayabla bazilibale izenzo zake : bengalilindi icebo lake.

14 Bakanuka nokukanuka entlango : bamlinga u-Tixo enkangala.

15 Wabanika abakucelayo : koko watumela ubityo empefumlweni wabo.

16 Bamenzela umona u-Moses eminqubeni : no-Arone, umngwaliswa we-NKOSI.

17 Wavuleka umhlaba, wamginya u-Datan : waliselela ibandla lika-Abiram ;

18 Umlilo walidla ibandla labo : amalangatye abatshisa abakohlakeleyo.

19 Benza ke itole e-Horebe : baqubuda kumfanekiso otyidiweyo.

20 Bamlahla oluzuko lwabo : batabata into emilise okwenkomo edla utyani.

21 Bamlibala u-Tixo umsindisi wabo : owenza imisebenzi emikulu e-Yiputa ;

22 Imisebenzi ebalulekileyo ezweni lakwa-Ham : izenzo ezoyikekayo e-Lwandle olu-Bomvu.

23 Wati uyakubatsabalalisa, koko wesukayo u-Moses, umnyulwa wake, wema etubeni pambi kwake : ebuyisa ubushushu bake, ukuba angatshabalalisi.

24 Bati kanjalo bacekisa ilizwe elinqwenelekayo : abakolwa lilizwi lake.

25 Bafofa ezintenti zabo : abalipulapula izwi le-NKOSI.

26 Yabapakamisela isandla sayo : ifungela ukuba ibawise entlango ;

27 Iyiwise inzalo yabo pakati kwentlanga : ibacitacite amazweni.

28 Bazibandakanya no-Bahali-pehore : badla amadini abafileyo,

29 Baiqumbisa ngentloni zabo : sada sagaleleka pakati kwabo isibeto.

30 Wesuka wema u-Pinehasi, walamla : satintelwa isibeto.

31 Oko kwabalelwa kuye ekutini bubulungisa : izizukulwana ngezizukulwana kude kuse epakadeni.

32 Babuya baiqumbisa emanzini ase-Meriba : kwehla ububi ku-Moses ngenxa yabo ;

33 Ngokuba bawupikisa umoya wake : wapòsisa ke ngomlomo wake.

34 Abazitshabalalisa izizwe : eyayitete ngazo I-NKOSI ;

35 Baxubana nentlanga ezo : bafunda izenzo zazo ;

36 Bakonza izitixo zazo, yaba sisiřintyelo kubo : babingelela ngonyana babo nangentombi zabo kwi-demon ;

37 Bapalaza igazi elingenatyala, igazi lonyana babo nelentombi zabo : ababingelela ngabo kwizitixo zase-Kanan, lancóliswa ke ilizwe ngamagazi.

38 Baba zinqambi ngezenzo zabo : bahenyuza nge-ntloni zabo.

39 Wavuta ke umsindo we-NKOSI kubantu bayo : laba lisikizi kuyo ilifa layo.

40 Yabanikela ezandleni zentlanga : balaulwa ngababatiyileyo.

41 Zabaxina intshaba zabo : batotyelwa pantsi kwezandla zazo.

42 Kwaba kaninzi ebahlangula : ke bona bayipikisa ngamaqinga abo ; bonakala bugwenxa babo.

43 Noko ke yakunonelela ukubandezelwa kwabo : yakukuva ukukála kwabo ;

44 Yakumbula ngenxa yabo umnqopiso wayo, yazo-hlwaya ngenxa yobuninzi bezibele zayo : yabafumana imfesane pambi kwabo babatimbileyo.

45 Sisindise, NKOSI, Tixo wetu, sibute ezintlangeni : ukuze sibulele kwi-Gama lako elingewele, sivuyelele ngendumiso yako.

46 Mayibongwe I-NKOSI, u-Tixo ka-Sirayeli, kususela kwapakade kude kuse epakadeni : mabati bonke abantu, Amen. Haleluya.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO CVII.

BULELANI e-NKOSINI, ngokuba ilungile : ngokuba ingunapakade inceba yayo.

2 Mabatsho abakúlulwa be-NKOSI : eyabakúlulayo esandleni sombandezeli ;

3 Yababuta emazweni : empumalanga nasentshonalanga, e-Ntla nase-Zantsi.

4 Badinga entlango, enkangala : abafumana mzi wokuhlala.

5 Belambile benxaniwe : watyafa pakati kwabo umpfumlo wabo.

6 Bakála ke e-NKOSINI embandezelweni yabo : yabahlangula ezingxakekweni zabo.

7 Yabanyatelisa endleleni ete-tye : ukuba baye kumzi wokuhlala.

8 Mababulele e-NKOSINI ngenxa yenceba yayo : nangenxa yemimangaliso yayo konyana babantu !

9 Kuba iwuhlutisa umpfumlo onqwenelayo : iwuzalise ngokulungileyo umpfumlo olambileyo.

10 Ababehleli ebumnyameni nasetunzini lokufa : bekoxwe yimbandezelo nangamakamandela ;

11 Ngokuba bepikise amazwi ka-Tixo : balidela icebo l-Opezu konke ;

12 Wayitoba intliziyo yabo ngokubasebenzisa kanzima : bakúbeka, akwabikó mncedi.

13 Bakála ke e-NKOSINI embandezelweni yabo : yabasindisa ezingxakekweni zabo.

14 Yabakúpa ebumnyameni nasetunzini lokufa : yaziqáula imbophelelo zabo.

15 Mababulele e-NKOSINI ngenxa yenceba yayo : nangenxa yemimangaliso yayo konyana babantu !

16 Kuba izapúle ingcango zobedu : yayijaca imivalo yentsimbi.

17 Abazidenge bayacinezelwa ngenxa yezigqito zabo: nangenxa yobugwenxa babo.

18 Umpefumlo wabo ufuqulile kuko konke ukudla: baye besondela emasangweni okufa.

19 Bakála ke e-NKOSINI embandezelweni yabo: yabasindisa ezingxakekweni zabo.

20 Iyatumela ilizwi layo, ibapilise: ibahlangule ekutshabalaleni kwabo.

21 Mababulele e-NKOSINI ngenxa yenceba yayo: nangenxa yemimangaliso yayo konyana babantu!

22 Mababingelele amadini ombulelo: babalise ngenzenzo zayo ngokuvuya.

23 Abehlayo baya elwandle ngenqanawa: benze imicimbi emanzini amaninzi;

24 Aba ke bazibona izenzo ze-NKOSI: nemimangaliso yayo enzulwini yolwandle.

25 Yatsho, yavusa umoya ovutuza ngamandla: opakamisa amaza alo.

26 Bayenyuka basinge emazulwini, behle basinge ezinzulwini: umpefumlo wabo unyibilika ngenxa yobubi.

27 Bayagungqa, bahexe njengexila: butshone bonke ubulunko babo.

28 Bakála ke e-NKOSINI embandezelweni yabo: ibakúpe ezingxakekweni zabo.

29 Ikumisa ukuvutuza komoya, kuti-cwaka: azole amaza olwandle.

30 Bavuye ke, kuba edambile: ibafikisa ecwébeni abalilangazelayo.

31 Mababulele e-NKOSINI ngenxa yenceba yayo: nangenxa yemimangaliso yayo konyana babantu!

32 Mabayipakamise entlanganisweni yabantu: bayidumise embutweni yamadoda amakulu.

33 Iyenze imilambo yaba zintlango: nemitombo yamanzi yaba ngumhlaba onxaniweyo;

34 Ilizwe elineziqámo laba leletyuwa: ngenxa yenkohlakalo yabaleli kulo.

35 Iyenze intlango yaba lidike elinamanzi: ilizwe elibafileyo laba yimitombo yamanzi.

36 Yabahlalisa kóna abalambileyo: banisa umzi wokuhlala;

37 Bahlwayela amasimi, batyala izi-diliya: ezabaxakatela iziqámo.

38 Ibasikelela, banda kunene: ingavumi ukuba zincipeke inkomo zabo.

39 Bati ke bakuncipa bakutotywa: bexinzelwa, embandezelwa, benentsizi,

40 Izigalela ngendelo inkosi: izidingise enkangala kungekò ndlela.

41 Ilipakamise ihlwempu ilikúpe embandezelweni: ilenzele imizalwane enjengomhlambi.

42 Ayakubona amalungisa, avuye: bonke ubungendawo buvale umlomo wabo.

43 Lowo ulumkileyo makazigcine ezindawo: azigqale izibele ze-NKOSI.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO CVIII.

TIXO, intliziyo yam izimasekile: ndiyakuvuma, ndidumise ngompefumlo wam.

2 Vukani, mřube nohadi: ndiyakusipángela isifingo.

3 Ndiyakubulela kuwe, NKOSI, pakati kwezizwe: ndikudumise pakati kwentlanga.

4 Ngokuba inkulu pezu kwamazulu inceba yako: yada yesa ezulwini inyaniso yako.

5 Zipakamise ngapezu kwamazulu, Tixo: lube pezu komhlaba wonke uzuko lwako.

6 Ukuze zihlangulwe intanda zako: sindisa ngesandla sako sokunene, undipendule.

7 U-Tixo utete ngobungwele bake : esiti, Ndo-vuyelela ; ndimabe u-Shekem, ndicande intili yase-Sukoti.

8 Yeyam i-Giliyadi, ngowam u-Manase : u-Efrayim sisigcina-ntloko yam ;

9 U-Yuda yintonga yam yobukosi ; u-Mowabi sisi-tya sam sokuhlambela : ndoposa ku-Edom isihlangu sam ; ndidume pezu kwe-Filisti.

10 Ngubanina owondisa emzini onqatyisiweyo : ngubanina owondikâpela kwa-Edom ?

11 Akusilahlanga na, Tixo : akusapumi, Tixo, nemi-kosi yetu.

12 Sincede kumbandezeli : kuba alunto yanto usindiso lomntu.

13 Ngo-Tixo siyakweyisa : nguye oyakubagqusha ababandezeli betu.

I-NDUMISO CIX.

TIXO wendumiso yam, zungati-tu : ngokuba banda-kâmisele umlomo ongendawo, nonenkohliso ; batete ngam ngolwimi lobuxoki.

2 Bandingqonga ngenteto zentiyo : balwa nam kungekò sizatu.

3 Ekubeni mna ndibatanda bandicâsa bona : mna ke ndibe nditandaza.

4 Endaweni yobulungisa bandibuyekeza ngobubi : ekubeni mna ndibatanda, bayanditiya bona.

5 Misa ongendawo abe ngumpâti wake : eme ummangaleli ngasekunene kwake.

6 Ekutetweni kwetyala lake makapume engogwe-tyiweyo : nomtandazo wake ube sisono.

7 Imihla yake mayibe mbalwa : mayitatyatwe ngomnye indawo yake.

8 Abantwana bake mababe zinkedama : abe ngumhlolokazi umfazi wake.

9 Abantwana bake mababâdule benqiba : bafune ukudla kude namanxuwa akowabo.

10 Umboleki-mali makabambe konke anako : abasemzini bapange konke akusebenzeleyo.

11 Makungabikò uhlala emenzela inceba : kungabikò upâta ngobubele inkedama zake.

12 Inzalo yake mayibe yeyokunqunyulwa : licinywe igama layo esizukulwaneni esizayo.

13 Mabukunjulwe pambi kwe-NKOSI ubugwenxa boyise : siti isono sonina singacinywa.

14 Masibe pambi kwe-NKOSI ngamaxesha onke : ikunqumle emhlabeni ukukunjulwa kwabo.

15 Ngenx' enokuba engakukumbulanga ukwenza inceba : watshutshisa olusizana nehlwempu, nontliziyo yotùkileyo, ukuba ababulale.

16 Watanda ukuqalekisa, kwamfikela : akakufuna ukusikelela, kwakwélela kude kuye.

17 Wambata ukuqalekisa, kwanga yingubo yake : kwangena embilini wake njengamanzi, nanjenge-oli ematanjeni ake.

18 Makube njengengubo kuye, ayambatayo : kube luqwenesha aluxibe amaxesha onke.

19 Nguwo lowo umvuzo wabandicâsayo opuma e-NKOSINI : wabateta okubi ngompefumlo wam.

20 Ke wena, NKOSI Tixo, ndenzele ngenxa ye-Gama lako : ngokokuba ilungile inceba yako, ndihlangule.

21 Ngokuba ndilusizana ndilihlwempu : intliziyo yam ihlatyiwe pakati kwam.

22 Ndiyemka njengetunzi langokuhlwa : ndivutulwa njengenkumbi.

23 Amadôlo am ayagexa kuzila ukudla : nenyama yam ibityile, ndingasenako ukutyeba.

24 Ndite ndasingcikivo kubo : bakundibona bahlunguzela infloko.

25 Ndincede, NKOSI, Tixo wam : ndisindise ngokwenceba yako ;

26 Bazi ukuba sisandla sako eso : ukuba kukwenza kwako, NKOSI.

27 Bangaqalekisa bona, ke wena uyasikelela : mabati bakuvela badaniswe, avuye yena umkonzi wako.

28 Abandicasayo mabambatiswe ihlazo : bazigqubutele ngodano ngokwengubo.

29 Mna ke ndiyakubulela kakulu e-NKOSINI ngomlomo wam : ndiyidumise entlanganisweni ;

30 Kuba imi ekunene kolihlwempu : ukuba imsidise kwabawugwebayo umpefumlo wake.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO CX.

ITSHO I-NKOSI e-Nkosini yam ukuti : Hlala ngasekunene kwam, ndide intshaba zako ndizenze isi-tulo senyawo zako.

2 Intonga yamandla ako iyakuyitumela I-NKOSI, ivela e-Tsiyon, isiti : Yiba nokukosi pakati kwentshaba zako.

3 Abantu bako bayazinikela ngentliziyo ngemini yokupuma kwako umkosi, bevete ezingewele : amadodana ako anjengamatontsi ombete, kwasekupumeni kwesifingo.

4 Ifungile I-NKOSI, ayiyikuguquka : ité, ungumbingeleli ngonapakade wena, ngokohlobo luka-Malkitsekeke.

5 I-Nkosi ngasekunene kwako : iyakucita okumkani ngemini yomsindo wayo.

6 Iyakugweba pakati kwentlanga : izele amatafa ngezidumbu : izite-viti intloko zentshaba ezweni elibanzi.

7 Iyakusela emlanjaneni osendleleni : ngenxa yoko iyakupakamisa intloko yayo.

I-NDUMISO CXI.

HALELUYA. Ndiyakubulela e-NKOSINI ngentliziyo yonke : ebungeni lamalungisa nasentlanganisweni.

2 Zikulu izenzo ze-NKOSI : zezokupengululwa ngabo bonke abazivuyisa ngazo.

3 Ngowobungangamsha nozuko umsebenzi wayo : ubulungisa bayo bumi ngonapakade.

4 Iyenzele ukuba ikunjulwe imisebenzi yayo ebalulekileyo : I-NKOSI inobubele nemfesane.

5 Ibapé ukudla abayoyikayo : iyakukumbula ngonapakade umnqopiso wayo.

6 Ibabonise abantu bayo amandla ezenzo zayo : ekubanikeni ilifa lentlanga.

7 Izenzo zezandla zayo ziyinyaniso nomgwebo : zitembekile zonke iziyalezo zayo.

8 Zizimasekile kude kube ngunapakade : zenziwe ngenyaniso nobulungisa.

9 Ibatumele abantu bayo inkululeko : iwumisele ngonapakade umnqopiso wayo ; lingewele, liyoyikeka i-Gama layo.

10 Ingqalo yobulumko kukoyika I-NKOSI : banengqondo elungileyo bonke abenza ngako ; ihlala ihleli indumiso yayo.

I-NDUMISO CXII.

HALELUYA. Hayi inyweba yomntu oyoyikayo I-NKOSI : ononelele kunene imiteto yayo !

2 Iyakuba namandla ezweni inzalo yayo : isizukulwana samalungisa sisikelelwe.

3 Bubutyebi nobuncwane endlwini yake : ubulungisa bake buhlala bumi.

4 Ubavelela abate-tye njengokukanya ebumnyameni : enobubele nemfesane nobulungisa.

5 Unenyweba umntu onesisa, oboleka abanye : uyakuyimisa inteto yake ematyaleni.

6 Ngokuba akayikushukunyiswa napakade : olilungisa uyakukunjulwa ngonapakade.

7 Akayikoyikiswa zindaba ezimbi : intliziyo yake iqinisekile, itembele e-NKOSINI.

8 Izimasekile intliziyo yake, akoyiki : woda abone okwenziwa kubabandezeli bake.

9 Wenze ngesisa, wapá abasweleyo : ubulungisa bake buhlala buhleli ; upondo lwake luyakupakanyiswa lube nozuko.

10 Ongendawo uyakukubona, aqumbe : uyakutshixiza ngamazinyo, apéle ; umnqweno wongendawo uyakutshabalala.

I-NDUMISO CXIII.

HALELUYA. Dumisani, nina bakonzi be-NKOSI : dumisani i-Gama le-NKOSI.

2 Malibongwe i-Gama le-NKOSI : kususela koku kude kuse epakadeni.

3 Kwasekupumeni kwelanga kuse ekutshoneni kwalo : malidunyiswe i-Gama le-NKOSI.

4 I-NKOSI ipakamile ngapezu kwentlanga zonke : bungapezu kwamazulu ubuqaqauli bayo.

5 Ngubanina onjenge-NKOSI u-Tixo wetu, ehleli pezulu e-troneni yayo : eqondela pantsi ezulwini nase-mhlabeni ?

6 Ivusa elutulini osweleyo : ipakamisa ezaleni olhlwempu ;

7 Ukuba imhlalise nezikulu : izikulu zabantu bayo.

8 Ihlalisa endlwini umfazi ongazaliyo : abe ngunobantwana ovuyayo. Haleluya.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO CXIV.

EKUPUMENI kuka-Sirayeli e-Yiputa : kwendlu ka-Yakobi ebantwini abanteto ingaziwayo ;

2 U-Yuda waba yingwele yake : u-Sirayeli waba sikumkani sake.

3 Ulwandle lwabona, lwasaba : i-Yordan yabuya ngomva.

4 Intaba zadloba njengenkunzi zegusha : induli njengamatakane omhlambi.

5 Unanina, lulwandlendini, ukuba usabe : wena Yordan, ukuba ubuye ngomva ?

6 Nina zintaba, ukuba nidlobe njengenkunzi zegusha : nina zinduli, njengamatakane omhlambi ?

7 Ngangazela, wena mhlaba, ebusweni be-Nkosi : ebusweni bo-Tixo ka-Yakobi.

8 Oguqula iliwa libe lidike lamanzi : ilifye libe yimitombo yamanzi.

I-NDUMISO CXV.

MAKUNGABI kuti, NKOSI, makungabi kuti, makube se-Gameni lako kunikelwe uzuko : ngenxa yenceba yako, ngenxa yenyano yako.

2 Yinina ukuba ziti intlanga : Upina kaloku u-Tixo wabo ?

3 U-Tixo wetu ke usezulwini : konke akutandileyo ukwenzile.

4 Izitixo zazo zeze-silvere ne-golide : ziyimisebenzi yezandla zabantu.

5 Zinomlomo nje, aziteti : zinamehlo nje, aziboni.

6 Zinendlebe nje, aziva : zinempumlo nje, azisezeli.

7 Izandla zazo azipáti ; inyawo zazo azihambi : azivakalisi ngomqala wazo.

8 Boba njengazo abenzi bazo : bonke abasukuba betembele kuzo.

9 Wena, Sirayeli, tembela e-NKOSINI : iluncedo nekaka labo.

10 Nani bendlu ka-Arone, tembelani e-NKOSINI : iluncedo nekaka labo.

11 Nina boyikayo I-NKOSI, tembelani e-NKOSINI : iluncedo nekáka labo.

12 I-NKOSI isikúmbule, yosisikelela : yoyisikelela indlu ka-Sirayeli, yoyisikelela indlu ka-Arone.

13 Yobasikelela abayoyikayo I-NKOSI : abancinane kwa nabakulu.

14 Yanga I-NKOSI inganandisa nina ngakumbi na ngakumbi : nina nabantwana benu.

15 Mayinisisikelele I-NKOSI : u-Menzi wezulu nomhlaba.

16 Amazulu ngamazulu e-NKOSI : umhlaba wona iwunike onyana babantu.

17 Asingabafileyo abayidumisayo I-NKOSI : asingabo bonke abehlayo baye ekutini-cwaka.

18 Tina ke siyakuyibonga I-NKOSI : kususela koku kuse epakadeni. Haleluya.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO CXVI.

NDIYAYITANDA I-NKOSI : ngokuba iliva izwi lam, nokutafuzisa kwam.

2 Ngokuba inditobele indlebe yayo : ndiyakuyinqula yonke imihla yam.

3 Izintya zokufa zandijikela : ingcinezelo zelabafileyo zandifumana.

4 Ndafunyanwa zimbandezelo nentsizi, ndanqula ke i-Gama le-NKOSI : ndati, NKOSI, ndiyakukúnga, siza umpfumlo wam.

5 I-NKOSI inobubele, inobulungisa : u-Tixo wetu unemfesane.

6 I-NKOSI iyabagcina abanobulali : ndandiswele, yandisindisa.

7 Buyela ekupumleni kwako, mpfumlo wam : ngokuba I-NKOSI ikupéte ngobubele.

8 Ngokuba iwuhlangule umpfumlo wam ekufeni :

yagcina amehlo am ezinyembezi, nenyawo zam ekukubekeni.

9 Ndiyakuhamba pambi kwe-NKOSI : emazweni abapilileyo.

10 Ndiyakólwa, xa nditetayo ; ndicinezelekile kunene : ndati ekotúkeni kwam, Bonke abantu bangamaxoki.

11 I-NKOSI ndingayibuyisela nganto-nina : konke ukundipáta kwayo kakuhle ?

12 Ndotabata indebe yosindiso : ndinqule i-Gama le-NKOSI.

13 Ndozizalisa izibambiso zam e-NKOSINI pambi kwabantu bayo bonke : kunqabile emehlweni e-NKOSI ukufa kwentanda zayo.

14 Inene, NKOSI, ndisisicaka sako : ndisisicaka sako, unyana wesicakazana sako ; uzicombulule imbophelelo zam.

15 Ndiyakukunika idini lombulelo : ndinqule i-Gama le-NKOSI.

16 Ndiyakuzizalisa izibambiso zam e-NKOSINI pambi kwabantu bayo bonke : ezintendelezweni zendlu ye-NKOSI, pakati kwako, Yerusalem. Haleluya.

I-NDUMISO CXVII.

YIDUMISENI I-NKOSI, nonke zintlanga : yibongeni, nonke zizwe.

2 Ngokuba inamandla kuti inceba yayo : inyaniso ye-NKOSI ingunapakade. Haleluya.

I-NDUMISO CXVIII.

BULELANI e-NKOSINI, ngokuba ilungile : ngokuba ingunapakade inceba yayo.

2 Makati kaloku u-Sirayeli : ingunapakade inceba yayo.

3 Mayiti indlu ka-Arone : ingunapakade inceba yayo.

4 Abayoyikayo I-NKOSI mabatí : ingunapakade inceba yayo.

5 Ndabizela e-NKOSINI ndisembandezelweni : yandipendula I-NKOSI, yandibeka endaweni ebanzi.

6 I-NKOSI ingakum, andiyikoyika : angandenza nto nina umntu ?

7 I-NKOSI ingakum, ingumncedi wam : ndiyakubona mna okwenziwe kwabanditiyayo.

8 Kulungile ukuziméla nge-NKOSI : kunokutembela ebantwini.

9 Kulungile ukuziméla nge-NKOSI : kunokutembela ezinkosini.

10 Zonke intlanga zindifaule : nge-Gama le-NKOSI, inene, ndozinqumla.

11 Zindifaule, ewe zandifaule : nge-Gama le-NKOSI, inene, ndozinqumla.

12 Zindifaule njengenyosi, zacinywa njengomlilo wentsasa : nge-Gama le-NKOSI, inene, ndozinqumla.

13 Undityále ngamandla wena, ukuba ndiwe : ke I-NKOSI yandinceba.

14 I-NKOSI ingamandla am, nendumiso yam : yaba lusindiso kum.

15 Izwi lokumemelela nelosindiso lizezin-tenteni zamalungisa : isandla sokunene se-NKOSI siyeyisa.

16 Isandla sokunene se-NKOSI sipakamile : isandla sokunene se-NKOSI siyeyisa.

17 Andiyikufa, ndiyakudla ubomi : ndibalise ngezenzo ze-NKOSI.

18 I-NKOSI indohlwaye kakulu : ke, ayandinikela ekufeni.

19 Ndivuleleni amasango obulungisa : ndingene ngawo, ndibulele e-NKOSINI.

20 Nali isango le-NKOSI : ngamalungisa angenayo ngalo.

21 Ndiyakubulela kuwe, kuba undipendule : waba lusindiso kum.

22 Ilitye abalilahlayo abakí : laba yintloko yembo mbo lona.

23 Kuvele e-NKOSINI oko : kungummangaliso emelweni etu.

24 Le yimini eyenzileyo I-NKOSI : siyakugcoba si-vuye ngayo.

25 Siyakukúnga, NKOSI, sindisa kaloku : siyakukúnga, NKOSI, sipumelelise.

26 Makasikelele lo uzayo e-Gameni le-NKOSI : siyanisikelela nina sisendlwini ye-NKOSI.

27 I-NKOSI ingu-Tixo, isikányisele : yifakeni intambo inkomo yedini niyise ezimpondweni zesibingelelo.

28 Ungu-Tixo wam, ndiyakubulela kuwe : ungu-Tixo wam, ndiyakukubonga.

29 Bulelani e-NKOSINI, ngokuba ilungile : ngokuba ingunapakade inceba yayo.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO CXIX.

BANENYWEBA abandlela igqibeleleyo : abahambayo ngomyalelo we-NKOSI.

2 Banenyweba ababamba izinqiniso zayo : bayifune ngentliziyo epéleleyo.

3 Bona abasebenzi bugwenxa : bayahamba ngandlela zayo.

4 Wena uzimisile iziyalezo zako : ukuba sizigcine kunene.

5 Azaba indlela zam bezibékiselwe : ekugcineni imimiselo yako.

6 Bendingayikudaniswa : xa ndiyigqalayo imiteto yako yonke.

7 Ndiyakubulela ngentliziyo ete-tye : xa ndizifundayo izigwebo zobulungisa bako.

8 Ndiyakuyigcina imimiselo yako : ungandishiyi kupéle.

UMFANA uyakuyicokisa nganto-nina indlela yake : ngokuzigcina ngokwelizwi lako.

10 Ndikufunile ngentliziyo yam yonke : mandingalahlekani nemiteto yako.

11 Ndilibeke ilizwi lako entliziweni yam : ukuze ndingoni ngakuwe.

12 Ungowokubongwa, NKOSI : ndifundise imimiselelo yako.

13 Ndibalisile ngomlomo wam : ngamasiko onke omloso wako.

14 Ndivuyele indlela yezinqiniso zako : ngati zibubuncwane bonke.

15 Ndiyakucamngca ngeziyalezo zako : ndibeke amasiko ako.

16 Ndiyakuziyolisa ngemimiselelo yako : andiyukilibala ilizwi lako.

MPATE ngobubele umkonzi wako, ndidle ubomi : ndize ndiligcine ilizwi lako.

18 Vula amehlo am : ukuba ndiyibone imisebenzi ebalulekileyo yasemayalelweni wako.

19 Ndingumpambukeli emhlabeni : ungasitlisi kum imiteto yako.

20 Umpefumlo wam ucumkile : ngokulangazelela amasiko ako ngamaxsha onke.

21 Ubakalimele abaneratshi : baqalekisiwe abo balahlekeneyo nemiteto yako.

22 Shenxisa imke kum ingcikivo nendelo : ngokuba ndizibambile izinqiniso zako.

23 Nangona abateteli behlala batete ngam : umkonzi wako yena ucamngca ngemimiselelo yako.

24 Izinqiniso zako ziluvuyo lwam : zingamapakati am.

UMPEFUMLO wam unamatele elutulini : ndipilise ngokwelizwi lako.

26 Ndizicacisile indlela zam, wandipendula : ndifundise imimiselelo yako.

27 Ndiqondise indlela yeziyalezo zako : ndicamngce ngemisebenzi yako ebalulekileyo.

28 Umpefumlo wam unyibilika ngenxa yobunzima : ndimise ngokwelizwi lako.

29 Indlela yobuxoki yisuse kum : uti ngobubele bako undinike umyalelo wako.

30 Ndiyinyule indlela yokutembeka : izigwebo zako ndizibekile pambi kwam.

31 Ndinamatele ezinqinisweni zako : zungandidanisi, NKOSI.

32 Ndiyakukáuleza ngendlela yemiteto yako : ngokuba uyenze banzi intliziyo yam.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

NDIYALELE, NKOSI, indlela yemimiselelo yako : ndiyibambe kude kube sekupeleni.

34 Ndiqondise, ndibambe umyalelo wako : ndiwugcine ngentliziyo yonke.

35 Ndiyatelise endleleni yemiteto yako : ngokuba ndiyitandile yona.

36 Intliziyo yam yibékisele ezinqinisweni zako : ingabéki ekubaweni.

37 Dlulisa amehlo am angakangeli inkohlakalo : undipilise ngendlela zako.

38 Zalisa kumkonzi wako inteto yako : eyokuba bakoyike.

39 Yidlulise ingcikivo yam endiyoyikayo : ngokuba izigwebo zako zilungile.

40 Ndilangazelela iziyalezo zako : ndipilise ngobulungisa bako.

MAYIZE kum inceba yako, NKOSI : nosindiso lwako ngokwelizwi lako.

42 Ndimpendule ondingcikovayo : ngokuba nditembe ilizwi lako.

43 Ungahluti mpela emlonyeni wam ilizwi lenyaniso : ngokuba ndilindele izigwebo zako.

44 Ndiwugcine umyalelo wako : kude kube ngunapakade.

45 Ndohamba ngokukúlulekileyo : ngokuba ndifuna iziyalezo zako.

46 Ndoteta ngezinqiniso zako pambi kokumkani : ndingabi nakudana.

47 Ndozivuyisa ngemiteto yako : endiyitandileyo.

48 Izandla zam ndozipakamisa emitetweni yako endiyitandileyo : ndicamngce ngemimiselo yako.

KUMBULA ilizwi lako kumkonzi wako : ngenx'enokuba undipile itemba ngalo.

50 Yiyo le intutuzelo yam ekubandezelweni kwam : yokuba inteto yako indipilisile.

51 Abanefatshi bandigxekile kakulu : kanti andishexanga emyalelweni wako.

52 Ndakumbula izigwebo zako zakudala, NKOSI : ndlazitutuzela ngazo.

53 Ndingenwe ngumsindo oshushu : ndisenziwa ngabangendawo abalahla umyalelo wako.

54 Zindumiso kum imimiselo yako : endlwini yokupambukela kwam.

55 Ndilikumbule ebusuku i-Gama lako, NKOSI : ndawugcina umyalelo wako.

56 Ndikuzuze oku : ukuba ndibambe iziyalezo zako.

I-NKOSI sisabelo sam : ndité ndiyakuwagcina amazwi ako.

58 Ndikubongoze ngentliziyo yonke : ndipáte ngobubele ngokwenteto yako.

59 Ndazicingela indlela zam : ndazibuyisela inyawo zam ezinqiniseni zako.

60 Ndikáulezile, andazilazila : ukugcina imiteto yako.

61 Izintya zabangendawo zindifintyele : andiwulibele umyalelo wako noko.

62 Ndovuka pakati kobusuku, ndibulele kuwe : ngenxa yezigwebo zobulungisa bako.

63 Ndilidlelane labo bonke abakoyikayo : nelabazigcinayo iziyalezo zako.

64 Umhlaba uzele yinceba yako, NKOSI : ndifundise imimiselo yako.

UMENZELE okulungileyo umkonzi wako : ngokwelizwi lako, NKOSI.

66 Ndifundise ndibe nemvo nokwazi okulungileyo : ngokuba ndikólwa yimiteto yako.

67 Ndingekabandezelwa ndaye ndilahleka : kungoku ndiyigcinile inteto yako.

68 Ulungile wena, ulungisa : ndifundise imimiselo yako.

69 Abanefatshi bandidyobe ngobuxoki : mna ke ndozibamba ngentliziyo yonke iziyalezo zako.

70 Ite-fiti kutyeba intliziyo yabo : ke mna ndizivuyisa ngomyalelo wako.

71 Kundilungele okokuba ndabandezelwayo : ukuze ndiyifunde imimiselo yako.

72 Ulungile kum umyalelo womlomo wako : ngapezu kwamawaka e-golide ne-silvere.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

IZANDLA zako zindenzile, zandilungisa : ndiqondise, ndifunde imiteto yako.

74 Abakoyikayo bondibona bavuye : ngokuba nditembele elizwini lako.

75 Ndiyazi, NKOSI, ukuba zinobulungisa izigwebo zako : nokuba unditobile utembekile.

76 Ngamana inceba yako yaba yeyokundituzela : ngokwenteto yako kumkonzi wako.

77 Mayize kum ifesane yako, ndipile : ngokuba umyalelo wako uluvuyo kum.

78 Mabadaniswe abaneratshi, ngokuba bendipenule ngobuxoki : mna ndocamngca ngeziyalezo zako.

79 Mabandibuyeke abakoyikayo : baze bazazi izinqiniso zako.

80 Mayigqibelele intliziyo yam emimiseleni yako : ukuze ndingadani.

UMPEFUMLO wam uyapela kulangazelela usindiso lwako : nditembele elizwini lako.

82 Amehlo am ayapela kulangazelela inteto yako : ndisitl, Uyakundituzela ninina ?

83 Noko ndite ndaba njengentsuba emsini : andiyilibali imimiselo yako.

84 Zingapina intsuku zomkonzi wako : uyakude ubagwebe ninina abandisukelayo ?

85 Abaneratshi bandimbéle izihogo : abangavani nomyalelo wako.

86 Yonke imiteto yako itembekile : bandisukela ngobuxoki ; zundincede.

87 Bapants' ukundigqibela emhlabeni : ke mna andazilabla iziyalezo zako.

88 Ndipilise ngokwenceba yako : ndizigcine izinqiniso zomlomo wako.

LINGUNAPAKADE, NKOSI : limi ezulwini ilizwi lako.

90 Ukutembeka kwako kukwizizukulwana ngezi-zukulwana : ulizinzisile ihlabati, lema.

91 Ezonto zimele izigwebo zako nanamhla : ngokuba into zonke zingabakonzi bako.

92 Koko umyalelo wako wandivuyisayo : ngendapelayo ekubandezelekeni kwam.

93 Andiyikuzilibala napakade iziyalezo zako : ngokuba undipilisile ngazo.

94 Ndingowako mna, ndisindise : kuba ndicamanga ngeziyalezo zako.

95 Abangendawo bandilindile ukuze banditshabalalise : mna ndogqala izinqiniso zako.

96 Yonke ingqibelele ndiyibonile apo ipela kona : ke wona umteto wako ubanzi kakulu.

HAYI ukuwutanda kwam umyalelo wako : imini le yonke ndiyacamngca ngawo.

98 Imiteto yako indifundisa ubulumko ngapezu kwentshaba zam : ngokuba yeyam ngonapakade.

99 Ndinokuqqa ngapezu kwabafundisi bam bonke : ngokuba ndiyacamanga ngezininqiniso zako.

100 Ndinokuqonda ngapezu kwamadoda amakulu : ngokuba ndizibambe iziyalezo zako.

101 Ndzinqandile inyawo zam kwindlela zonke ezimbi : ukuze ndiligcine ilizwi lako.

102 Andasuka emasikweni ako : ngokuba nguwe ondiyallileyo.

103 Hayi ukuba mnandi kwenteto yako entlizi-yweni yam : igqite nobusi emlonyeni wam.

104 Ngeziyalezo zako ndiba nokuqonda : ngenxa yoko ndiyityiye yonke indlela yobuxoki.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

LISIBANE senyawo zam ilizwi lako : likukanya emendweni wam.

106 Ndikufungele, ndikumisile : ukuzigcina izigwebo zobulungisa bako.

107 Ndide ndabandezeleka kakulu : ndipilise ngokwelizwi lako, NKOSI.

108 Ngamana yakóleka kuwe, NKOSI, iminikelo yomlomo wam : undifundise amasiko ako.

109 Umpefumlo wam uhlala usemgcipekweni : ndingawulibali umyalelo wako noko.

110 Abangendawo bandenze umgibe : ke andipambukanga eziyalezweni zako.

111 Izingqiniso zako ndizenze zalilifa elingunapakade : ngokuba ziluvuyo lwentliziyo yam.

112 Intliziyo yam ndiyibékisele ekwenzeni imimi-selo yako : kude kube sekupéleni.

ABANTLIZIYO imbáxa ndiyabatiya : ndiwutande umyalelo wako.

114 Nguwe isité lam nekáka lam : nditembele elizwini lako.

115 Sukani kum, nina benzi bobubi : ndize ndibambe imiteto yo-Tixo wam.

116 Ndizimase ngokwelizwi lako, ndipile : mandingadani swa ekutembeni kwam.

117 Ndixáse, ndisinde : ndihlale ndibéka emimiseleni yako.

118 Ubacukucezile bonke abalahlekana nemimiselo yako : ngokuba inkohliso yabo ibuxoki.

119 Wena ususa bonke abangendawo bomhlaba nje ngentlenga : ngoko ndiyazitanda izingqiniso zako.

120 Kuhamb' umzimba wam kunkwanti swa nguwe : ndizoyike izigwebo zako.

NDENZA ngokusesikweni nangobulungisa : zungandinikeli kwabandicudisayo.

122 Mmele umkonzi wako, kulunge : abaneratshi mabangandicudisi.

123 Amehlo am ayapéla kulangazelela usindiso lwako : nenteto yobulungisa bako.

124 Umkonzi wako menzele ngokwenceba yako : undifundise imimiselo yako.

125 Ndingumkonzi wako, ndiqondise : ndizazi izingqiniso zako.

126 Lilixa lokuba I-NKOSI yenze : kuba bawapúle umyalelo wako.

127 Ngenxa yoko ndiyitanda imiteto yako : ngapezu kwe-golide, ngapezu kwe-golide engewengiweyo.

128 Ngenxa yoko ndití, Zonke iziyalezo zako zilungile : zonke indlela zobuxoki ndizitiyile.

YIMISEBENZI ebalulekileyo izingqiniso zako : ngenxa yoko uzibambile umpefumlo wam.

130 Ukutyilwa kwamazwi ako kuyakányisa : kuqondisa abanobulali.

131 Ndakámisa umlomo wam, ndabéfuza : kuba bendilangazelela imiteto yako.

132 Ndibéke undipáte ngobubele : njengokulungele abatanda i-Gama lako.

133 Qinisa ukunyatela kwam ngenteto yako : mayingabi nagunya kum inkohlakalo.

134 Ndikulule ekucudiseni kwabantu : ndizigcine iziyalezo zako.

135 Kányisa ubuso bako kumkonzi wako : undifundise imimiselo yako.

136 Ahla imijelo yamanzi amehlo am : ngenxa yokuba bengawugcini umyalelo wako.

ULILUNGISA wena, NKOSI : zite-tye izigwebo zako.

138 Uzimisile izingqiniso zako zanobulungisa : zano-kutembeka kakulu.

139 Ikwéle lam lindibángisile : ngokuba abandibandezelayo bewalibele amazwi ako.

140 Ilizwi lako lingwengekile kanye : umkonzi wako uyalitanda.

141 Ndimncinane ndideliwe : noko andizilibali iziyalezo zako.

142 Ubulungisa bako bubulungisa obungunapakade : yinyaniso umyalelo wako.

143 Ndifunyenwe yimbandezelo nengxakeko : kanti imiteto yako iyandivuyisa.

144 Zinotlungisa ngonapakade izinqiniso zako : ndiqondise, ndize ndipile.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

NDIKALE ngentliziyo yonke ; ndipendule, NKOSI : imimiselo yako ndiyakuyibamba.

146 Ndikále kuwe, ndisindise : ndigcine izinqiniso zako.

147 Ndapángela ukusa, ndazibika : ndalindela emazwini ako.

148 Amehlo am apángela imilindo yasebusuku : ukuze ndicamnge ngenteto yako.

149 Live ilizwi lam ngokwenceba yako : ndipilise, NKOSI, ngokwesiko lako.

150 Basondela abaputuma amanyala : bekude nomyalelo wako.

151 Usondele wena, NKOSI : yonke imiteto yako iyinyaniso.

152 Kudala ndisazi ngokwezinqiniso zako : ukuba uzisekile ngonapakade.

KANGELA ukubandezeleka kwam, undihlangule : ngokuba ndingawulibali umyalelo wako.

154 Bambana nobambene nam, undikúlule : ndipilise ngokwelizwi lako.

155 Usindiso lukude nabangendawo : ngokuba abayifuni imimiselo yako.

156 Imfesane yako inkulu, NKOSI : ndipilise ngokwesiko lako.

157 Baninzi abandisukelayo nabandibandezelayo : andishenxanga noko ezinqinisweni zako.

158 Ndababona abatshinzi, ndaruquka : kuba bengayigcinanga inteto yako.

159 Kangela ukutanda kwam iziyalezo zako, NKOSI : ndipilise ngokwenceba yako.

160 Onke amazwi ako ayinyaniso : zingunapakade zonke izigwebo zobulungisa bako.

ABATETELI bandisukela kungekò sizatu : ke intliziyo yam iwahlonela amazwi ako.

162 Ndivuyela inteto yako : njengofumene ixóba elininzi.

163 Ndikutiyile ukuxoka, lisikizi kum : ndiyawutanda umyalelo wako.

164 Ndikudumisa kasixénxe ngemini : ngenxa yeziigwebo zobulungisa bako.

165 Banoxolo olukulu abawutandayo umyalelo wako : akukó kukúbeka kubo.

166 Ndikangele usindiso lwako, NKOSI : ndenze imiteto yako.

167 Umpefumlo wam uzigcinile izinqiniso zako : ndiyazitanda kunene.

168 Ndizigcinile iziyalezo zako nezingqiniso zako : ngokuba zonke indlela zam zipambi kwako.

MAKUSONDELE pambi kwako ukuhlahlamba kwam, NKOSI : ndiqondise ngokwelizwi lako.

170 Isikúngo sam masifike pambi kwako : ndihlangule ngokwenteto yako.

171 Umlomo wam mawumpompoze indumiso : kuba undifundisa imimiselo yako.

172 Ulwimi lwam malucule ngenteto yako : ngokuba yonke imiteto yako ibubulungisa.

173 Isandla sako masibe sesokundinceba : ngokuba ndizinyulele iziyalezo zako.

174 Ndilangazelele usindiso lwako, NKOSI : umyalelo wako uluvuyo kum.

175 Mawupile umpefumlo wam, ukudumise : zindincede izigwebo zako.

176 Ndidungudele njengegusha elahlekileyo; mfune umkonzi wako : ngokuba andiyilibali imiteto yako.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO CXX.

EKUXAKEKENI kwam : ndakála e-NKOSINI, yandipendula ke.

2 Ndati, NKOSI, wuhlangule umpefumlo wam emlo nyeni oxokayo : elulwimini olunenkohliso.

3 Akunike nto-nina, akongeze nto-nina ? lulwimi ndini lunenkohliso : intolo zegoza ezitsolo kunye nama-lahle avutayo.

4 Hayi ubunzima bam, endingopambukela kwa-Mesheki : ndihleli ngasezin-tenteni zakwa-Kedare.

5 Umpefumlo wam kade uhleli : nabalutiyileyo uxolo.

6 Mna ndingowoxolo : ke nditi ndakuteta, babe ngabemfazwe bona.

I-NDUMISO CXXI.

NDIYAKUPAKAMISELA ezintabeni amehlo am : luyakuvela pina uncedo lwam ?

2 Uncedo lwam luvela e-NKOSINI : u-Menzi wezulu nomhlaba.

3 Akayikuké avume ukuba lutyibilike unyawo lwako : akayikuké ozele okugcinayo.

4 Uyabona, akozeli akalali : umgcini ka-Sirayeli.

5 Yi-NKOSI umgcini wako : yi-NKOSI umtunzi wako ekunene kwako.

6 Emini ilanga aliyikukwenzakalisa : nenyanga ebusuku.

7 I-NKOSI iyakukugcina eubini bonke : iyakuwugcina umpefumlo wako.

8 I-NKOSI iyakukugcina ukupuma kwako noku-ngena kwako : kususela koku kude kuse epakadeni.

I-NDUMISO CXXII.

NDAVUYA bakuti kum : Masiye endlwini ye-NKOSI.

2 Inyawo zetu zafika zema : emasangweni ako, Yerusalem.

3 Yerusalem, wena wakiweyo : ngokomzi ohlangeneyo wamnye ;

4 Apo zinyuka ziye kóna izizwe, izizwe ze-NKOSI : ibunqina ke lonto kwa-Sirayeli ; ukuba kubulelwe kwi-Gama le-NKOSI.

5 Kuba kón' apo kumiswe i-trone zokugweba : i-trone zendlu ka-Davide.

6 Celelani i-Yerusalem uxolo : mababe namatamsanqa abakutandayo.

7 Malube luxolo pakati kwendonga zako : ibe ngamatamsanqa ezindlwini zako ezintle.

8 Ngenxa yabazalwana nabalingane bam : maké nditete uxolo ngawe.

9 Ngenxa yendlu ye-NKOSI u-Tixo wetu : ndiyakufuna okukulungeleyo.

I-NDUMISO CXXIII.

ULOHLALA ezulwini : ndipakamisela kuwe amehlo am.

2 Uyabona, njengokuba amehlo abakonzi emi kwisandla senkosi zabo, njengokuba amehlo omkonzazana emi kwisandla senkosikazi yake : ngokunjalo amehlo etu akwi-NKOSI u-Tixo wetu, ide isipáte ngobubele.

3 Sipáte ngobubele, NKOSI, sipáte ngobubele : ngokuba sanele kakulu kukudelwa.

4 Umpefumlo wetu wanele kakulu kukugculela kwabangakátalele bani : nokudela kwabaneratsi.

I-NDUMISO CXXIV.

KOKO I-NKOSI ibingakuti, makatsho u-Sirayeli : koko I-NKOSI ibingakuti ekusukeleni kwabantu pezulu kuti ;

2 Ngebesiginyile sihleli : ekuvuteni komsindo wabo kuti ;

3 Ange esintywilisele amanzi : wadlula umsinga pezu kompefumlo wetu ;

4 Ange edlule pezu kompefumlo wetu : amanzi akukumeleyo.

5 Mayibongwe I-NKOSI : engasinikelanga ukuba siqwengwe ngamazinyo abo.

6 Umpefumlo wetu usindile njengentaka emgibeni wababambisi : umgibe uqakule, sasinda ke tina.

7 Uncedo lwetu luse-Gameni le-NKOSI : u-Menzi wezulu nomhlaba.

I-NDUMISO CXXV.

ABO batembele e-NKOSINI banjengentaba yase-Tsiyon : engayikushukunyiswa, ihleli ngonapakade.

2 I-Yerusalem ijikelezwe zintaba : I-NKOSI ibajikelezile nayo abantu bayo, kususela koku kude kuse epakadeni.

3 Ngokuba intonga yolaulo lwabakohlakeleyo ayikuhlala elifeni lamalungisa : ukuze amalungisa angazisi kokungendawo izandla zawo.

4 NKOSI, yenza okulungileyo kwabalungileyo : kwabate-tye ezintliziyweni zabo.

5 Ke bona abapambukelayo kwindlela zabo zobumenemene : I-NKOSI iyakubemkisa kunye nabasebenza inkohlakalo. Malube luxolo ku-Sirayeli.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO CXXVI.

EKUBABUYISENI kwe-NKOSI abatinjwa base-Tsiyon : saba njengabapupayo ;

2 Waza wazala kuhleka umlomo wetu : lwazala kumemelela ulwimi lwetu ;

3 Baza batl pakati kwentlanga : I-NKOSI ibenzele aba izinto ezinkulu.

4 I-NKOSI isenzele izinto ezinkulu : kukona sivuyayo.

5 Buyisa, NKOSI, abatinjiweyo bakuti : njengemilambo yelase-Zantsi.

6 Abahlwayelayo benenyembezi : bayakuvuna benokumemelela.

7 Ohamba ahambe elila, epete imbewu yokuhlwayela : uyakubuya eze ememelela, etwele izitungu zake.

I-NDUMISO CXXVII.

UKUBA aiyaki I-NKOSI indlu : bafumana besapuka yiyo abaki bayo.

2 Ukuba umzi ayiwugcini I-NKOSI : ufumana epapama owugcinayo.

3 Nifumana nivuka kusasa, nihlale nisebenza kude kube sebusuku, nisidla isonka sokubulaleka : uyipha intanda yake ubu'ongo.

4 Uyabona, ilifa le-NKOSI ngabantwana : umvuzo wayo sisiqamo sesizalo.

5 Njengentolo esandleni segofa : banjalo abantwana bobutsha.

6 Hayi inyweba yomntu ozalise umpongolo wake agabo : abayikudana, xa bateta nentshaba esangweni.

I-NDUMISO CXXVIII.

HAYI inyweba yabo bonke abayoyikayo I-NKOSI : abahambayo ngendlela zayo !

2 Umsebenzi wezandla zako inene uyakuwudla : uyakuba nenyweba wena, kulunge kuwe.

3 Umfazi wako woba njengom-diliya oqámayo : endlwini yako ngapakati ;

4 Abantwana bako babe njengezitóle zomnquma : ngenxa zonke e-tafileni yako.

5 Yabona, unjalo ukusikelelwa : umntu oyoyikayo I-NKOSI.

6 Mayikusikelele I-NKOSI ise-Tsiyon : uyibone i-Yerusalem inenyweba yonke imihla yobomi bako ;

7 Ubone abantwana babantwana bako : Malube lulo ku-Sirayeli.

I-NDUMISO CXXIX.

KUKANINZI bendibandezela kwasebuncinaneni bam : makatsho u-Sirayeli ;

2 Kukaninzi bendibandezela kwasebuncinaneni bam : ababanga nakunditi-ni noko.

3 Abalimi balima emhlana kum : bayolula indima yabo.

4 Ke yona I-NKOSI lilungisa : izinqumle izintya zabangendawo.

5 Mabadane babuye ngomva : bonke abayitiyayo i-Tsiyon.

6 Mababe njengencá epuma pezu kwezindlu : eyomayo ingekahlumi ;

7 Angasizalisi ngayo isandla sake umvuni : angazalisi isondo lengubo yake umbopi wezitungu ;

8 Bangati nabadlulayo, Intsikelelo ye-NKOSI mayibe kuni : siyanisikelela e-Gameni le-NKOSI.

I-NDUMISO CXXX.

EZINZULWINI ndikále kuwe, NKOSI : NKOSI, yiva izwi lam.

2 Indlebe zako mazilive : izwi lokutafuzisa kwam.

3 NKOSI, ukuba ute wabugqala ubugwenxa : ngubanina ongaba nokuma, NKOSI ?

4 Ngokuba kunawe ukuxolela : ukuze woyikwe.

5 Ndilindele e-NKOSINI, ulindlele umpefumlo wam : nditembe ilizwi layo.

6 Umpefumlo wam ulindele e-Nkosini : ngapezu kwabalinde ukusa, *ewe*, abalinde ukusa.

7 Tembela e-NKOSINI, Sirayeli, ngokuba inceba ikuyo I-NKOSI : ikuyo inkululeko eninzi.

8 Yona ke yowakúlula ama-Sirayeli : ebugwenxeni bawo bonke.

I-NDUMISO CXXXI.

NKOSI, intliziyo yam ayipakamile : akanaratshi amehlo am.

2 Andingeni eziutweni ezinkulu : eziyimisebenzi endinqabeleyo.

3 Inene, ndiwuzolise ndawutozamisa umpefumlo wam ; unjengomntwana olunyulweyo ehleli kunina : unjengomntwana olunyulweyo umpefumlo wam.

4 Wena Sirayeli, tembela e-NKOSINI : kususela koku kude kuse epakadeni.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO CXXXII.

NKOSI, mkúmbulele u-Davide : ukucinezeleka kwake konke ;

2 Yena wayifungelayo I-NKOSI : wazibambisa ngesibambiso k-Onamandla ka-Yakobi ;

3 Esití, Andiyikungena en-tenteni eyindlu yam : andiyikunyuka ndiye esililini, emandlalweni wam ;

4 Andiyikuwanika amehlo am ubutongo : nenkope zam ukozela ;

5 Nlide ndiyifumanele indawo I-NKOSI : ndimfuma-nele indawo yokuhlala Onamandla ka-Yakobi.

6 Kangela, sayiva e-Efrata : sayifumana ezintilini zasehlatini.

7 Masingene endaweni yokuhlala kwake : siqubude esi-tulweni senyawo zake.

8 Suk'ume, NKOSI, uze endlwini yako yokupumla : wena nomkombe wamandla ako.

9 Ababingeleli bako mabambate ubulungisa : zimemelele intanda zako.

10 Ngenxa ka-Davide umkonzi wako : ungabutyali ubuso bomtanjiswa wako.

11 I-NKOSI yamfungela u-Davide inyaniso : ayiyikubuya kulonto ;

12 Isiti, Esiqameni somzimba wako : ndimisa oyakuba se-troneni yako.

13 Ukuba bate abantwana bako bawugcina umnqopiso wam, nesinqiniso sam endibafundisayo : onyana babo boti nabo bahlale e-troneni yako ngonapakade.

14 Ngokuba I-NKOSI iyinyule i-Tsion : iyinqwenele ukuba ibe likaya layo ;

15 Isiti, Nantsi indawo yam yokupumla ngonapakade : ndiyakuhlala apa, ngokuba oku ndikunqwenele.

16 Ukudla kwayo ndiyakukusikelela kunene : amahlwempu ayo ndiyakuwahlutisa ngesonka.

17 Ndibambatise ngosindiso ababingeleli bayo : zimemelele intanda zam ezikuyo.

18 Apo ndiyakumhlumisela upondo u-Davide : ndiyakumlungisela isibane umtanjiswa wam.

19 Intshaba zake ndiyakuzambatisa udano : kepezu kwake yena siyakutyatyamba isitsaba sake.

I-NDUMISO CXXXIII.

YABONANI, ukuba kuhle, ukuba mnandi : ukuti abazalwana bahlale bemxelo mnye !

2 Kunjenge-oli elungileyo entloko, isihla ezindevini : ezindeveni zika-Arone, isihla iye emqokumbelweni wengubo zake.

3 Kunjengombete wase-Hermon : ohla pezu kwentaba zase-Tsion ;

4 Ngokuba kon' apo I-NKOSI iyimisile intsikelelo : kwa ubomi kude kuse epakadeni.

I-NDUMISO CXXXIV.

YABONANI, yibongeni I-NKOSI : nonke bakonzi bayo I-NKOSI ;

2 Nimiyo endlwini ye-NKOSI ebusuku : ezintendelezweni zendlu yo-Tixo wetu.

3 Pakamiselani engeweleni izandla zenu : niyibonge I-NKOSI.

4 Mayikusikelele e-Tsion I-NKOSI : u-Mdali wezulu nomhlaba.

I-NDUMISO CXXXV.

HALELUYA. Dumisani i-Gama le-NKOSI : dumisani, nina bakonzi be-NKOSI ;

2 Nimiyo endlwini ye-NKOSI : ezintendelezweni zendlu yo-Tixo wetu.

3 Dumisani I-NKOSI, ngokuba ilungile : lidumisani i-Gama layo, ngokuba limnandi.

4 Ngokuba I-NKOSI imnyule u-Yakobi ukuba abengowayo : yanyula u-Sirayeli ukuba abeyinqobo kuyo.

5 Ngokuba ndiyazi mna ukuba inkulu I-NKOSI : i-Nkosi yetu ingapezu kotixo bonke.

6 Konke ekutandileyo I-NKOSI iyakwenza, ezulwini nasemhlabeni : ezilwandleni nasezinzulwini zonke ;

7 Ulonyusa amafu ezipelweni zomhlaba : imvula wayenzela imibane ; ulofola umoya emagumbini ake.

8 Owawabulalayo amazibulo e-Yiputa : awabantu nawenkomo.

9 Watumela imiqondiso nezimanga pakati kwako, Yiputa : ku-Faro nabakonzi bake bonke.

10 Owabulalayo intlanga ezinkulu : wabulala okumkani abanamandla ;

11 U-Sihon ukumkani wama-Amori, no-Ogi ukumkani wase-Bashan : nezikumkani zonke zakwa-Kanan ;

12 Walinikela ilizwe labo lalilifa : lalilifa kuma-Sirayeli abantu bake.

13 NKOSI, i-Gama lako lingunapakade : ukukunjulwa kwako, NKOSI, kukwizizukulwana ngezizukulwana.

14 Ngokuba I-NKOSI iyakugweba pakati kwabantu bayo : izohlwaye ngenxa yabakonzi bayo.

15 Izitixo zentlanga yi-silvere ne-golide : umsebenzi wezandla zabantu.

16 Zinomlomo nje, aziteti : zinamehlo nje, aziboni.

17 Zinendlebe nje, aziva : akukò nento engumoya emlonyeni wazo.

18 Bayakuba njengazo abenzi bazo : bonke abasukuba betembele kuzo.

19 Nina ndlu ka-Sirayeli, bongani I-NKOSI : nani ndlu ka-Arone, bongani I-NKOSI ;

20 Nina ndlu ka-Levi, bongani I-NKOSI : nina boyi-ka-I-NKOSI, bongani I-NKOSI.

21 Mayibongwe I-NKOSI e-Tsiyon : ehleli e-Yerusalem. Haleluya.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO CXXXVI.

BULELANI e-NKOSINI, ngokuba ilungile : ngokuba ingunapakade inceba yayo.

2 Bulelani ku-Tixo wotixo : ngokuba ingunapakade inceba yake.

3 Bulelani kwi-NKOSI yenkosi : ngokuba ingunapakade inceba yayo.

4 Kulomenzi wemimangaliso emikulu yedwa : ngokuba ingunapakade inceba yake.

5 Kulowawenza amazulu ngengqondo : ngokuba ingunapakade inceba yake.

6 Kulowatwabulula umhlaba pezu kwamanzi : ngokuba ingunapakade inceba yake.

7 Kulomenzi wezikânyiso ezikulu : ngokuba ingunapakade inceba yake.

8 Ilanga lilaule emini : ngokuba ingunapakade inceba yake.

9 Inyanga nenkwenkwezi zilaule ebusuku : ngokuba ingunapakade inceba yake.

10 Kulowabulala ama-Yiputa kumazibulo awo : ngokuba ingunapakade inceba yake.

11 Wawakupa ama-Sirayeli pakati kwawo : ngokuba ingunapakade inceba yake.

12 Ngesandla esite-nqi, ngengalo eyolulweyo : ngokuba ingunapakade inceba yake.

13 Kulowagabula u-Lwandle olu-Bomvu : ngokuba ingunapakade inceba yake.

14 Wawaweza ama-Sirayeli esazulwini salo : ngokuba ingunapakade inceba yake.

15 Wamvutululela u-Faro nempi yake e-Lwandle olu-Bomvu : ngokuba ingunapakade inceba yake.

16 Kulowahambisa abantu bake entlango : ngokuba ingunapakade inceba yake.

17 Kulowabulala okumkani abakulu : ngokuba ingunapakade inceba yake.

18 Wabulala okumkani abazingangamsha : ngokuba ingunapakade inceba yake.

19 U-Sihon ukumkani wama-Amori : ngokuba ingunapakade inceba yake.

20 No-Ogi ukumkani wase-Bashan : ngokuba ingunapakade inceba yake.

21 Walinikela ilizwe labo laba lilifa : ngokuba ingunapakade inceba yake.

22 Laba lilifa ku-Sirayeli umkonzi wake : ngokuba ingunapakade inceba yake.

23 Owasikumbulayo sipantsi tina : ngokuba ingunapakade inceba yake.

24 Wasihlangula kwabasibandezelayo : ngokuba ingunapakade inceba yake.

25 Ulonika into yonke epilileyo ukudla : ngokuba ingunapakade inceba yake.

26 Bulelani ku-Tixo wamazulu : ngokuba ingunapakade inceba yake.

I-NDUMISO CXXXVII.

NNGASEMILANJENI yase-Babeli sahlala pantsi kóna, salila : sakukumbula i-Tsiyon.

2 Eminculubeni pakati kwayo : sazixóma kóna ihadi zetu.

3 Ngokuba kón'apo abatimbi betu babiza kuti indumiso : nabapangi betu babiza kuti uvuyo, besiti, Sivu-meleni kwindumiso zase-Tsiyon.

4 Singati-nina ukuvuma indumiso ye-NKOSI : emhlabeni wolunye uhlanga ?

5 Ukuba ndite ndakulibala, Yerusalem : isandla sam sokunene masilibale *ubuncibi baso*.

6 Ulwimi lwam malunamatele emakuhlangubeni am, ukuba anditanga ndikukumbule : ukuba anditanga ndivuyele i-Yerusalem ngapezu kwayo yonke mivuyo yam.

7 Bakumbule, NKOSI, onyana baka-Edom ngomhla we-Yerusalem : abo batí, Dilizani, dilizani, kuse elusekweni lwayo.

8 Ntombi ka-Babeli, wena unyashiweyo : hayi

inyweba yalowo ukubuyekazayo ukupáta kwako osipéte ngako !

9 Hayi inyweba yalowo ubabambayo abantwana bako : abakáhlele ematyi !

I-NDUMISO CXXXVIII.

NDIYAKUBULELA kuwe ngentliziyo yam yonke : pambi kotixo ndiyakukudumisa.

2 Ndiyakuqubuda ndibékise e-tempileni yako engwele, ndibulele kwi-Gama lako ngenxa yenceba nenyanyiso yako : kuba ulikúlisile i-Lizwi lako ngapezu kwe-Gama lako lonke.

3 Ngomhla wokubiza kwam wandipendula : wandikálipisa, yangamandla empefumlweni wam.

4 Bayakubulela kuwe, NKOSI, bonke okumkani bomhlaba : bakuweva amazwi omlomo wako.

5 Bavume ngendlela ze-NKOSI : kuba lukulu uzuko lwe-NKOSI.

6 Ngokuba noko i-NKOSI ipakamile iyambona otobekileyo : ke yena ozipakamisayo imazi nakude.

7 Ukuba ndite ndahamba pakati kwembandezelo, uyandipilisa : wosolulela emsindweni wentshaba zam isandla sako, sindisindise isandla sako sokunene.

8 I-NKOSI iyakundifezela : NKOSI, inceba yako ingunapakade, imisebenzi yezandla zako uz'ungayilahli.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO CXXXIX.

NKOSI, undivavanyile, wandazi : wena uyakwazi ukuhlala kwam nokusuka kwam ; uyaziqonda izicamango zam nakude.

2 Ukuhamba kwam nokulala kwam uyakwazi : uzi-bonile zonke indlela zam.

3 Ngokuba akukó lizwi elulwimini lwam : ongala-ziyo kanye, NKOSI.

4 Ngasemva nangapambili undingqingile : wasibeka pezu kwam isandla sako.

5 Kuyandeyisa okokwazi : kupezulu, kundinqabele.

6 Ndingahambela pina ukumka emoyeni wako : ndingabalekela pina ukumka ebusweni bako ?

7 Ukuba ndite ndenyuka ndaya ezulwini, ulapo wena : ukuba ndite ndazandlalela kwelabafileyo, nanko ukó.

8 Ukuba ndite ndazitabatela amapiko esifingo : ndaya ndahlala ekupeleni kolwandle,

9 Besingandikápayo kwa nalapo isandla sako : sindibambe isandla sako sokunene.

10 Ukuba ndité, Mabundisongele ubumnyama bona bodwa : nokukánya kube busuku ngenxa zonke kum ;

11 Kwa nobumnyama obo abungebi bumnyama kuwe, ubusuku bungaba mhlope njengemini : ubumnyama bungaba njengokukánya.

12 Ngokuba wena wayidala intliziyo yam : wandibumba ndisesizalweni sikamá.

13 Ndiyakubulela kuwe ngenx' enokuba ndenziwe ngokoyikekayo, ngokubalulekileyo : zingummangalis izenzo zako, umpfumlo wam uyazi kakuhle.

14 Ayengagushékile kuwe amatambo am : ndakwenzelwa entsitelweni, ndisetyenzwe ngokungummangaliso emazantsi omhlaba.

15 Amehlo ako andibona ndiseyimbumba : ayebálwe encwadini yako onke amalungu am ;

16 Eyiliwe imihla ngemihla : kungekabikó nalinye kuwo.

17 Kum ke zinjanina ukunqaba izicamango zako, Tixo : hayi ukuba likulu kwenani lazo !

18 Zizgati ndizibalile, zibe ninzi ngapezu kwentlabati : ndoti ndakuvuka ndibe ndisenawe.

19 Ngamana wababulala abangendawo, Tixo : nina madoda amagazi, sukani kum.

20 Bona bateta okubi ngawe : ziti intshaba zako zifumane zilibize i-Gama lako.

21 Andibatiyi na abakutiyayo, NKOSI : ndifuquke ngabavukelana nawe ?

22 Ndebatiya ngentiyo epélelisileyo : bona bazi-ntshaba kum.

23 Ndivavanye, Tixo, uyazi intliziyo yam : ndicikide, uzazi izicamango zam ;

24 Ubone ukuba kukó na indlela yobubi kum : undikápele kwindlela engunapakade.

I-NDUMISO CXL.

NDIHLANGULE, NKOSI, ebantwini abanobubi : ndilondoloze ebantwini abagonyamelayo.

2 Abacinga okubi entliziyweni : imihla yonke baxá-ya imfazwe.

3 Balola ulwimi lwabo lube njengolwenyoka : ubuhlungu befamba busemlonyeni wabo.

4 Ndigcine, NKOSI, ezandleni zongendawo : ndilondoloze emntwini ogonyamelayo, abacinga ukuzi-kúbekisa inyawo zam.

5 Abanefatshi bandiqushekele isibata nezintya : bane-ka umnata ecaleni kwendlela, bandityele ngemigibe.

6 Ndité e-NKOSINI, Ungu-Tixo wam : beka indlebe, NKOSI, ezwini lezikúngo zam.

7 NKOSI, Tixo wam, nqaba endisindisayo : uyigqu-butele intloko yam ngemini yeduli.

8 NKOSI, ungamniki ongendawo iminqweno yake : ungawapumelelisi amaqínga ake, hleze azipakamise.

9 Yona intloko yabandinqingayo : mabuyigubungele ububi bomlomo wabo.

10 Mabatotyelwe amalahlé avutayo : mabawiselwe emlilweni, nasemihadini, bangabi sapuma.

11 Indoda enolwimi ayiyikuzinza emhlabeni : indoda egonyamelayo iyakusukelwa ityalwe bububi.

12 Ndiyazi ukuba I-NKOSI iyakulifeza ityala losizana : nebango lamahlwempu.

13 Inene, amalungisa ayakubulela kwi-Gama lako : abate-tye bayakuhlala ebusweni bako.

I-NDUMISO CXLI.

NKOSI, ndibizele kuwe, káuleza uze kum : libekele indlebe izwi lam, ndakuzibika kuwe.

2 Umtandazo wam mawuhlal' uhleli pambi kwako usisiqumiso : nokupakamisa kwam izandla kube ngumnikelo wangokuhlwa.

3 Umlomo wam wumisele umlindi, NKOSI : misa umgcini emnyango womlomo wam.

4 Intliziyo yam ungayitobeli entweni embi : ukuba isebenze intlondi namadoda asebenza okungendawo ; mandingazidli izimnandi zawo.

5 Malindibete ilungisa linenceba, lindohlwaye : i-oli enjalo ayingeyali intloko yam ; ngokuba usekó nomtandazo wam ebubini babo.

6 Bakukáhlélwa emacaleni eliya abagwebi babo : ayakuviwa amazwi am ukuba amnandi.

7 Njengolimayo enqika umhlaba : anjalo ukutiwa-sa amatambo etu emlonyeni weshogo.

8 Ngokuba akuwe, NKOSI, Tixo wam, amehlo am : ndiziméla ngawe, ungawulahli umpefumlo wam.

9 Ndigcine emgibeni wabanditiyelayo : nasezifintye-
lweni zabasebenza ubungendawo.

10 Mabeyele ezintanjeni zabo abakohlakeleyo : ndide ndidlule mna okukanye.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO CXLII.

NDIKALA e-NKOSINI ngezwi lam : ndikúnga I-NKOSI ngezwi lam ;

2 Ndipalaza inkalazo yam pambi kwayo : ndixela pambi kwayo imbandezelo yam.

3 Ekutyafeni komoya pakati kwam, uyazi wena indlela yam : emendweni endihamba ngawo bandiqu-shekelá isibata.

4 Béka ngasekunene kwam ubone : ngokuba akukó undaziyo ;

5 Andinandawo ndingasabela kuyo : akukó uwuká-talelayo umpefumlo wam.

6 Ndikále kuwe, NKOSI : ndité, Nguwe ihlati lam, isabelo sam ezweni labahleliyo.

7 Kupulapule ukuhlahlamba kwam : ngokuba ndi-totyawe kakulu.

8 Ndihlangule kwabandisukelayo : ngokuba bome-lele kunam.

9 Wukúpe ekuxakekeni umpefumlo wam, ndibulele kwi-Gama lako : amalungisa ayakuvuyelela ngenxa yam, ngokuba undipéte ngobubele.

I-NDUMISO CXLIII.

YIVA umtandazo wam, NKOSI, kubekele indlebe ukutafuzisa kwam : ndipendule ngokunyaniseka kwako nangobulungisa bako.

2 Zungasisi ematyaleni isicaka sako : ngokuba pambi kwako akukó namnye uhleliyo olilungisa.

3 Ngokuba utshaba luwusukele umpefumlo wam ; lubutyumzele emhlabeni ubomi bam : lundihlalise ezindaweni ezimnyama njengabo kukade befile.

4 Utyafile pakati kwam umoya wam : imangalisiwe pakati kwam intliziyo yam.

5 Ndikumbula imihla yamandulo ; ndicamanga nge-misebenzi yako yonke : ndicamga ngezenzo zezandla zako.

6 Ndizolulela kuwe izandla zam : umpefumlo wam ukunxanele njengelizwe elibafileyo.

7 Kâuleza undipendule, NKOSI, uyapêla umoya wam : ungasitelisi kum ubuso bako, ndifane nabahla baye emhadini.

8 Ndivise kwakusasa inceba yako, ngokuba ndite-mbele kuwe : ndazise indlela endiyakuhamba ngayo ; ngokuba ndiwupakamisela kuwe umpefumlo wam.

9 Ndihlangule ezintshabeni zam, NKOSI : ngokuba ndizimela kuwe.

10 Ndifundise ukwenza okutandwa nguwe, kuba ungu-Tixo wam : umoya wako olungileyo mawundikâ-pele ezweni elibanzi.

11 Ngenxa ye-Gama lako, NKOSI, ndipilise : wukû-pe embandezelweni umpefumlo wam ngobulungisa bako.

12 Uti ngenceba yako uzibângise intshaba zam : ubatshabalalise bonke abawubandezelayo umpefumlo wam ; ngokuba ndingumkonzi wako.

UM-TANDAZO WA-KUSASA.

I-NDUMISO CXLIV.

MAYIBONGWE I-NKOSI iliwa lam : ulofundisa izan-dla zam ukulwa, neminwe yam imfazwe.

2 Ulondipête ngobubele, umboniselo yam, unqaba yam, umsindisi wam, ukâka lam, nondizimela ngaye : ulobeyisa pantsi kwam abantu bam.

3 NKOSI, uyinto-nina umntu, lento umaziyo : unyana womntu, lento umnyamekelayo ?

4 Umntu lo ufana nompunga : imihla yake injenge-tunzi elidlulayo.

5 NKOSI, toba amazulu ako, uhle : pâta ezintabeni, ziqûme.

6 Banekisa imibane, ubapângalalise : tuma intolo zako, ubadubadube.

7 Tuma izandla zako zivele pezulu : ndifole, undi-hlangule emanzini amakulu, esandleni sabolunye uhlanga ;

8 Abamlomo uteta inkohlakalo : abasandla so-kunene sisesokunene sobuxoki.

9 Tixo, ndokuvumela ingoma entsha : ndikudumise ngomtibe ontambo zilishumi.

10 Ulonika okumkani usindiso : wamhlangula u-Davide isicaka sako efeni elinobubi.

11 Ndikûlule, undihlangule esandleni sabolunye uhlanga : abamlomo uteta inkohlakalo, abasandla so-kunene sisesokunene sobuxoki.

12 Bati onyana betu babe njengezityalo ezikûlileyo ebutsheni babo : intombi zetu zibe njengembombo ezixôliweyo zebotwe ;

13 Ovimba betu bazale, bavelise intlobo ngentlobo : igusha zetu zizale amawaka namashumi amawaka emapandleni etu ;

14 Inkomo zetu zimile, kungabikô kungenelwa yimpi, kungabikô kutinjwa : kungabikô kuhlahlamba ezi-trateni zetu.

15 Hayi inyweba yabantu ekunjalo kubo : hayi inyweba yabantu aba-Tixo uyi-NKOSI !

I-NDUMISO CXLV.

NDIYAKUKUZUKISA, Tixo wam, wena Kumkani : ndilibonge i-Gama lako ngonapakade.

2 Imihla yonke ndiyakukubonga : ndilidumise i-Gama lako ngonapakade.

3 Inkulu I-NKOSI, yeyokudunyiswa kakulu : ubu-kulu bayo abulandeki.

4 Izizukulwana ngezizukulwana kuyakunconywa imisebenzi yako : kuxelwe izenzo zako ezikulu.

5 Ndiyakuteta ngobungangamsha nobuhandiba bako : ndiyakucamnga ngemimangaliso yako.

6 Batete ngamandla ezenzo zako ezoyikekayo : nam ndobalisa ngobukulu bako.

7 Bayakumpompoza imbali zokulunga kwako okukulu : bamemelele ngobulungisa bako.

8 Inobubele inemfesane I-NKOSI : izeka kade umsi-ndo, inkulu ngenceba.

9 Ilungile I-NKOSI kubo bonke : ikuzo zonke izenzo zayo imfesane yayo.

10 Iyabulela kuwe, NKOSI, yonke imisebenzi yako : zikubonge intanda zako.

11 Bayaxela uzuko lobukumkani bako : batete nangamandla ako ;

12 Ukuba babazise onyana babantu izenzo zako zamandla : nobungangamsha nobuqaqauli bobukumkani bako.

13 Ubukumkani bako bubukumkani bamapakade onke : nolaulo lwako lukwizizukulwana ngezizukulwana.

14 I-NKOSI ngumxasi wabo bonke abawayo : ngumpakamisi wabo bonke abatotyiweyo.

15 Amehlo ento zonke akangela kuwe : wena ke uzinika ukudla kwazo ngexesha elililo.

16 Uyasivula isandla sako : uzihlutise into zonke ezipilileyo ngento ezikoklekileyo.

17 I-NKOSI iyalungisa ngendlela zayo zonke : inenceba ngezenzo zayo zonke.

18 Isondele I-NKOSI kubo bonke abayinqulayo : kubo bonke abayinqulayo ngenyaniso.

19 Iyakubakolisa abayoyikayo : ikuve ukuzibika kwabo, ibasindise.

20 I-NKOSI ingumgcini wabo bonke abayitandayo : ibatshabalalise bonke abangendawo.

21 Umlomo wam uyakuteta indumiso ye-NKOSI : uluntu lonke malubonge i-Gama layo elingewe ngo-napakade.

I-NDUMISO CXLVI.

HALELUYA. Yidumise I-NKOSI, mpefumlo wam ; ndiyakuyidumisa I-NKOSI logama ndidla ubomi : ndiyakuvuma ku-Tixo wam ekubeni ndingosekoyo.

2 Ningatembeli ezinkosini nakonyana babantu : ekungeko kusindisa kubo.

3 Uyapuma umoya wabo, babuye elutulini lwabo : ngalomini ayatshitsha onke amabongo ake.

4 Hayi inyweba yalowo uluncedo lungu-Tixo ka-Yakobi : lowo utembele e-NKOSINI u-Tixo wake ;

5 Ku-Menzi wezulu nomhlaba nolwandle, nento zonke ezikulo : kulogcina inyaniso ngonapakade ;

6 Ogweba ityala labacudiswayo : opa abalambileyo ukudla.

7 I-NKOSI ikulula ababanjwa : I-NKOSI ivula amehlo emfama ;

8 I-NKOSI ipakamisa abatotyiweyo : I-NKOSI itanda amalungisa.

9 I-NKOSI igcina abapambukeli, ixasa inkedama nomhlolekazi : iyenze goso indlela yabakohlakeleyo.

10 I-NKOSI iyakuba ngukumkani ngonapakade : u-Tixo wako, Tsiyon, kwizizukulwana ngezizukulwana. Halleluya.

UM-TANDAZO WANGO-KUHLWA.

I-NDUMISO CXLVII.

HALELUYA ; Ngokuba kulungile ukuvuma ku-Tixo wetu : ngokuba kumnandi ; ifanelekile indumiso.

2 I-NKOSI iyayaka i-Yerusalem : abagxotwa bakwa-Sirayeli ibabutele ndaweni nye.

3 Ulophilisa abapúke intliziyo : abope amanxeba abo.
4 Ulobala inani lenkwenkwezi : ezibiza zonke ngamagama.

5 Inkulu i-Nkosi yetu, inamandla amakulu : ingqondo yayo ayipéle ndawo.

6 I-NKOSI ipakamisa abalulamileyo : itobela abangendawo emhlabeni.

7 Hlabelani e-NKOSINI eyokubulela : mdumiseni u-Tixo wetu ngohadi.

8 Ulosibekelisa amazulu ngamafu, ulolungisela umhlaba invula : ulontshulisa utyani ezintabeni.

9 Ulonika inkomo ukudla : namatôle onomyayi alilayo.

10 Akakunanze nganto ukomelela kwehashe : akakóliswa zizitô zendoda ;

11 I-NKOSI ikóliswa ngabayoyikayo : abalinde inceba yayo.

12 Yibonge I-NKOSI, Yerusalem : mdumise u-Tixo wako, Tsiyon.

13 Ngokuba eqinisile imivalo yamasango ako : ebasikelele abantwana bako pakati kwako.

14 Ngulomisa uxolo emideni yako : wakuhlutisa ngenqôlowa etyebileyo.

15 Ulotumela inteto yake emhlabeni : ilizwi lake ligidima ngokukáuleza.

16 Ulonika iképu njengoboya bezimvu : ugwayela iqabaka njengotutu.

17 Epôsa umkence wake njengamaqékeza : ngubanina onókuma pambi kwengqele yake ?

18 Utumela ilizwi lake, ezonto azinyibilikise : uvutuzisa umoya wake, aqukuqele amanzi.

19 Uloxelela u-Yakobi ilizwi lake : u-Sirayeli imimiselo namasiko ake.

20 Akenjanga-njalo kolunye uhlanga : namasiko ako aluwazi. Halleluya.

I-NDUMISO CXLVIII.

HALELUYA. Dumisani i-NKOSI emazulwini : yidumiseni ezindaweni eziphezulu ;

2 Yidumiseni, nonke zi-ngelosi zayo : yidumiseni, nonke mikosi yayo.

3 Yidumiseni, wena langa, nawe nyanga : yidumiseni, nonke zinkwenkwezi zinokukánya ;

4 Yidumiseni, mazulu awo amazulu : nani manzi angapezu kwamazulu.

5 Mazilidumise ezonto i-Gama le-NKOSI : ngokubayona yawisa umteto, zadalwa.

6 Yazimisa ngcnapakade : yazimisela ummiselo ezingayikuwugqita.

7 Dumisani i-NKOSI ehlabatini : nina minenga, nani nonke manzi enzonzobila ;

8 Wena mlilo, nawe sicôto, wena képu, nawe nku-ngu : moyu uvutuzayo ulenzayo ilizwi layo ;

9 Nina zintaba, nani zinduli nonke : nina miti eneziqámo, nani mi-sedare nonke ;

10 Nina mafamncwa, nani zinkomo zonke : nina zinambuzane, nani zintaka zinamapiko ;

11 Okumkani bomhlaba nezizwe zonke : abateteli nabagwebi bomhlaba bonke ;

12 Umlisela kwa nomtinjana ; amadoda amakulu kunye nabantwana, mabalidumise i-Gama le-NKOSI : ngokuba i-Gama layo lipakanyisiwe lodwa, ubungangamsha bayo bungapezu komhlaba nezulu.

13 Yabapakamisela abantu bayo upondo ; lwayindumiso kwintanda zayo zonke : kubantwana bakwa-Sirayeli, abantu abasondelayo kuyo. Halleluya.

I-NDUMISO CXLIX.

HALELUYA. Yivumeleni i-NKOSI ingoma entsha : indumiso yayo ebandleni lentanda zayo.

2 U-Sirayeli makavuye ngo-Menzi wake : luti usapo lwase-Tsiyon lugcobe ngo-Kumkani walo.

3 Mabalidumise i-Gama lake beduda : bembetela igubu nohadi.

4 Ngokuba I-NKOSI iyakòliswa ngabantu bayo : iya-bahombisa abalulamileyo ngosindiso.

5 Mazivuyelele zinozuko intanda zayo : mazimemelele zisezililini zazo.

6 Imibongo ka-Tixo mayibe semlonyeni wazo : irele elintlangoti mbini libe sesandleni sazo ;

7 Ukuze zenze impindezelo ezintlangeni : nezohlwayo ezizweni ;

8 Zikonxe okumkani bazongemixokelelwane : nabazukileyo kuzo ngamakamandela entsimbi ;

9 Zenze kubo isigwebo esibáliweyo : luzuko olo kwintanda zake zonke. Haleluya.

I-NDUMISO CL.

HALELUYA. Dumisani u-Tixo engcweleni yake : mdumiseni esibákabákèni samandla ake.

2 Mdumiseni ngenxa yemimangaliso yake : mdumiseni ngokobuninzi bobukulu bake.

3 Mdumiseni ngokuvutela isigodlo : mdumiseni ngomrube nangohadi.

4 Mdumiseni ngamagubu nangemidudo : mdumiseni ngehadi nangogwali.

5 Mdumiseni nge-simbali ezikéncezayo : mdumiseni nge-simbali ezihlokomayo.

6 Konke okupetumlayo : makuyidumise I-NKOSI. Haleluya.

INKONZO ZOKWENZA AMA-DIKONI,
NOKUMISA ABA-PRISTE,
NOKUNGCWALISA I-BISHOP.

INTSHAYELELO.

Kusekukheleni kubantu bonke abafunda izi-Bálo ezingcwele ngocoselelo, nencwadi zakudala, ukuba kususela kwakwixesha laba-Postile, kwakukó ezindidi zaba-Fundisi e-Kerikeni ka-Kristu; o-Bishop, naba-Priste, nama-Dikoni. Lomi-Sebenzi yahlala ibekiwe ixatyisiwe ngangokuba kungabikó mntu unobuganga bokwenza nawupina kuyo, ade abe ubiziwe kuqala, walingwa, wavavanywa, abe uyaziwa ukuba unazo ezozipiwo zifunekayo kuyo, aze kanjalo, ngom-Tandazo wase-Kerikeni, kunye nokubekwa izandla, avunywe amkelelwe kuyo ngonegunya elimisiweyo. Ke ngoko ukuze ezindidi zihlale zisenziwa, zisetyenziswe ngembeko, zixatyiswe kule-Kerike, akukó mntu oyakubalelwa acingelwe ukuba uyi-Bishop, okanye ungum-Priste, nokuba ngum-Dikoni ngokomteto kule-Kerike, nokuba avunyelwe enze nawupina kulomi-Sebenzi, ade abe ubiziwe, walingwa, wavavanywa, wamkelelwa kuyo ngale-Nkonzo ilandelayo, okunye abe ungcwalisiwe wamiselwa yi-Bishop.

Akukó mntu uyakwenziwa um-Dikoni engekabé
XOSA PR.

naminyaka emashumi mabini anesitatu ubudala, ngapandle kokuba abe nencwadi yemvume ukuba makamiselwe. Wonke ubani oyakumiselwa ubu-Priste woba ngonamashumi mabini anesine iminyaka yobudala, nozakungwaliselwa ukuba abe yi-Bishop woba ngominyaka imashumi matatu ubudala.

Ke, u-Bishop esazi ngokwake, nokuba kungobunqina obuzeleyo, ukuba umntu ngosimilo sihle engenatyala lanto; wati akuvanywa elingiwe efunyanwe efundile inteto ye-Latin, efundiswe ngokwaneleyo kwizi-Bálo ezingcwele, angati ngezeshela elimisiweyo emtetweni, mhlawmbi ngezeshela ekufuneka ngalo, ngemini ye-Cawa nokuba kungom-Hla ongcwele, e-Kerikeni, pambi kwe-Ntlanganisó, amkelelwe ebu-Dikonini ngalenzoko ilandelayo.

INKONZO

YOKWENZA AMA-DIKONI.

¶ *Kwakufika imini emiswe ngu-Bishop, emva komTandazo wa-Kusasa makubekó i-Ntshumayelo ezela imisebenzi elunge kwabo baza kwenzinwa ama-Dikoni; nokokuba olodidi lwaba-Fundisi lumele ukubakó e-Kerikeni ka-Kristu, nokokuba mabati-nina abantu ukubaxabisa kulomsebenzi wabo.*

¶ *Kugala makati u-“Archdeacon,” nokuba ngu-Mfundisi ombambeleyo, asondeze ku-Bishop (ehleli esihlalweni sake ngase-Tafileni engcwele) abo bafuna ukwenzinwa ama-Dikoni, (elowo enxibe ngokujanelekileyo), atí.*

BAWO obekekileyo e-Nkosini, ndisondeza kuwe lamadoda (lendoda) ukuba angeniswe (ingeniswe) ebu-Dikonini.

U-Bishop.

LUMKELANI okokuba lamadoda niwasondezayo (lendoda niyisondezayo) kuti abe afanele (ibe ifanele) ngemfundo nangesimilo ukupáta lomSebenzi, ukuze kuzukiswe u-Tixo, kwakiwe ne-Kerike yake.

¶ *Atí u-“Archdeacon” ukupendula,*

NDIWABUZILE ndawalinga (Ndiyibuzile ndayilinga), ngati anjalo (injalo).

¶ *Ati u-Bishop ebantwini,*

BAZALWANA, ukuba kukó kuni owazi nasipina isizatu nokuba lityala elikulu nakuwupina kubo (*okunye*, kulomntu) esingabangela ukuba makangamkelelwa kulom-Sebenzi makavele e-Gameni lika-Tixo alixele elotyala nesosizatu.

¶ *Ukuba kukó ityala elikulu umhlaumbi isizatu esimiswayo, u-Bishop makayeke angambeki lomntu, kude kubonakale ukuba akanatyala.*

¶ *Aze u-Bishop, ecelela imitandazo yentlanganiso amadoda aza kubekwa, atete okanye acule i-Litani nemi-Tandazo elandelayo, kunye nabanye abafundisi nabantu.*

I-Litani.

(*Emva kokutandazelwa o-Bishop naba-Priste nama-Dikoni kwi-Litani, kuhanjiswa kutiwe,*)

Basikelele ababantu bako baza kumiswa babe ngama-Dikoni [*okunye ngaba-Priste, okunye naba-Priste*] (Msikelele lomntu wako uza kumiswa abe li-Dikoni [*okunye ngum-Priste*]), ubagalele (umgalele) ngamandla ako; ukuze ngokupáta kwabo (kwake) um-Sebenzi lowo kwakiwe i-Kerike yako, kuzukiswe i-Gama lako elingwele;

Unga ungasiva, Nkosi.

¶ *Ekupéleni kwe-Litani kuqalwe i-Nkonzo yom-Tendeleko, inom-Tandazwana, ne-Nwadana, ne-Vangeli ngokulandelayo.*

Um-Tandazwana.

TIXO Somandla, ote ngokwazelelela kwako wamisa indidi ngendidi zaba-Fundisi e-Kerikeni yako, owaqúba ngo-Moya wako aba-Postile ukuba banyulele kudidi lwama-Dikoni um-Feli wokuqala u-Stefano

Ongewele, kunye nabanye; kangela ngetaru ababantu bako (lomntu wako) ababizelwe (obizelwe) kaloku nje kwakulom-Sebenzi; yenjenjalo ukubazalisa (ukumzalisa) ngenyaniso yemfundiso yako, ubahombise (umhombise) ngentlalo emsulwa, baze (aze) ngamazwi nangemizekelo elungileyo (ngomezekelo olungileyo) bakukonze (akukonze) ngokunyaniseka kulom-Sebenzi, ukuze kuzukiswe i-Gama lako, kube kukwakéka kwe-Kerike yako; ngenxa yemfaneleko yo-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingewele, kaloku nangonapakade. *Amen.*

I-Nwadana.

I Ku-Timoti iii. 8-13.

KWA ngokunjalo ama-Dikoni amelwe kukuba nokundileka, angabi ntlolela yombini, angazinikeli kwi-wayine eninzi, anganxámeli nzuzo imbi, Makabe nemfihlelo yokólo esazeleni esihlambulukileyo. Nabo aba ke mabacikidwe ukuqala; bandule ukwenza umsebenzi wom-Dikoni bengabange nakumangaleleka. Kwa ngokunjalo abafazi babo bamelwe kukuba nokundileka, bangabi ngabatyóli, mababe zincátu, batembeke entweni zonke. Ama-Dikoni makabe ngamadoda amfazi mnye, esongamela kakuhle abantwana nezindlu ezizezawo. Kuba abo benze umsebenzi wom-Dikoni kakuhle bazizuzela isimo esihle nokungafihlisi okukulu okusekukólweni ku-Kristu Yesu.

Okunye le.

Izenzo vi. 2-7.

BATE ke abalishumi elinababini bawubizela kubo umhlambi wabafundi, bati, Akukólekile, ukuba tina silishiye i-Lizwi lika-Tixo, silungiselele ezitafileni. Kangelani ngoko, bazalwana, amadoda

kuni abe sixénxe anqinelwe ukulunga, ezele ngu-Moya Oyingwele nabalumko, esiyakuwamisela lomsebenzi; Ke tina siyakuzingisa ekutandazeni nasekulungiseleleni ilizwi. Lakôleka ilizwi elo emehlweni omhlambi lowo wonke; banyula u-Stefano, indoda ezele lukólo nangu-Moya Oyingwele, no-Filipu, no-Prokoro, no-Nikanore, no-Timon, no-Parmena, no-Nikolawo wakwa-Antiyokwe, owa-bengene ebu-Yudeni; Ababamisayo emehlweni aba-Postile; bati bakutandaza bazibeka izandla pezu kwabo. Laye likúla ilizwi lika-Tixo, liya lisanda kakulu inani labafundi e-Yerusalem; laye neqela elikulu lababingeleli lilululamela ukólo.

¶ *Ati kungekafundwa i-Vangeli, u-Bishop, ehleli esihlalweni sake, abeve bonke abaza kubekwa, pambi kwabantu, ati,*

UYATEMBA na ukuba uqútywa ngu-Moya Oyingwele ukwamkela lom-Sebenzi nom-Miselo, umkonze u-Tixo kuwo, ukuze kuzukiswe yena, kuzinyaswe abantu bake?

Impendulo. Nditemba njalo.

U-Bishop.

UCINGA ukuba ubiziwe ngokwenene na ube ngumkonzi e-Kerikeni ngokwentando ye-Nkosi yetu u-Yesu Kristu nangokommiselo we-Kerike yelilizwe?

Impendulo. Ndinga njalo.

U-Bishop.

UYAKOLWA na zizo zonke izi-Bálo ezingwele ze-Testamente e-Ndala neze-Testamente e-Ntsha?

Impendulo. Ndiyakólwa zizo.

U-Bishop.

UYAVUMA na ukuzifundela abantu ngocosolelo behlanganisene e-Kerikeni apo womiselwa kóna?

Impendulo. Ndiyavuma.

U-Bishop.

NGUMSEBENZI wom-Dikoni kwi-Kerike ayakwalatelwa kuyo ukuncedisa um-Priste e-Nkonzweni engwele, ngokukodwa nxa esenza um-Tendeleko ongwele, nokumncedisa ekuwabeni, ukufunda izi-Bálo ezingwele ne-Ntshumayelo ezivunyelweyo e-Kerikeni; ukufundisa ulutsha kwincwadi yom-Buzo; nxa angekóyo um-Priste, abáptize abantwana, ashumayele, ukuba uvunyelwe ngu-Bishop. Kwa kóna ngum-Sebenzi wake ukufuna abagulayo, amahlwempu, imilwelwe yalo-Ndawo, abike ku-Mfundisi imeko zabo, amagama, nendawo abahlala kuzo, ukuze ngomyalelo wake babe nokuncedwa ngezivukeliso zabantu balo-Ndawo, nezabanye. Uyavuma na ukukwenza oku ngovuyo nangentumekelelo?

Impendulo. Ndiyavuma ukukwenza, ngoncedo luka-Tixo.

UYAVUMA na ukuzinikela ngayo yonke inkutalo ekulungiseni intlalo yako, neyentsapo yako, ngokwemfundiso ka-Kristu; uzenze ngangoko unako, wena nayo, umzekelo omhle emhlabini ka-Kristu?

Impendulo. Ndiyavuma ukwenjenjalo, i-Nkosi ingumncedi wam.

UYAVUMA na ukumtobela u-Bishop wako, naba-Fundisi abakulu be-Kerike, nabakongamileyo, uzamkele kakuhle nangentumekelelo iziyalo zabo ezingckomteto ka-Tixo?

Impendulo. Ndiyakuzama, i-Nkosi ingumncedi wam.

¶ *Aze u-Bishop, ebeka izandla zake pezu kwabo bonke ngabanye, beguqile pambi kwake, ati.*

YAMKELA igunya lokwenza um-Sebenzi wom-Dikoni e-Kerikeni ka-Tixo elinikelwa kuwe; e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingwele. Amen.

¶ *Aze u-Bishop anikele kubo bonke ngabanye i-Testamente e-Ntshu, ati.*

YAMKELA igunya lokufunda i-Vangeli e-Kerikeni ka-Tixo, uyishumaye, ukuba ugunyazisiwe ngu-Bishop.

¶ *Andule ukuti omnye wawo, omiswe ngu-Bishop, afunde i-Vangeli.*

U-Luka Ongwele xii. 35-38.

MAZIBE zibinqiwe izinqe zenu, nezibane zenu zivuta; Nani nibe njengabantu abayilindileyo inkosi yabo, xeshikweni iyakubuya emsi weni, ukuze bati, yakufika inqonqoze, bayivulele kwa oko. Banoyolo abobakonzi, eyoti yakufika inkosi ibafumane belindile. Inene nditi kuni, iyakubinqa, ibanqenqise bona, ize isondele ibalungiselele. Nokuba ite yeza ngowesibini umlindo wobusuku, nokuba ite yeza ngowesitatu umlindo, yafika kunjalo, banoyolo abobakonzi.

¶ *Ati u-Bishop aqube ikonzo yom-Tendeleko; baze bawamkela naye bonke ababekweyo.*

¶ *Kwakugqitywa um-Tendeleko, emva kom-Tandazwana wokugqibela, nxa izakutwa i-Ntsikelelo, makwenzive lemi-Tandazo ilandelayo.*

TIXO Somandla, Mniki wazo zonke izinto ezilungileyo, ote ngokulunga kwako okukulu, wavuma ukwamkelela ababantu bako (lomntu wako) em-Sebenzini wama-Dikoni e-Kerikeni yako. Benze (Menze) Nkosi, siyakukhanga, ukuba babe (abe)

nobulali, nentobeko, bazingise (azingise) ekwenzeni umsebenzi wabo (wake), babe (abe) nentliziyo ezikulelekileyo zokunonelela (ekulelekileyo yokunonelela) ululeko lomoya; baze bati (aze ati) behleli benobunqina (ehleli enobunqina) besazela esilungileyo, bezingisa behlala bemi bomelele (ezingisa ehhlala emi esomelele) ku-Nyana wako u-Kristu, baze benjenjalo (aze enjenjalo) ukuzipata kakuhle kulom-Sebenzi upantsi, bafunyanwe befanele (afunyanwe efanele) ukubizelwa kwengapezulu imi-Sebenzi e-Kerikeni yako; kwangaye lo-Nyana wako u-Msindisi u-Yesu Kristu, omakadunyiswe azukiswe ngonapakade. Amen.

SIKOKELE, Nkosi, kuyo yonke imisebenzi yetu ngofefe lwako olukulu, usihambise ngoncedo lwako olungapeliyo; ize yona iqalwe, ihanjiswe, ifeziselwe kuwe, sidumise ngayo i-Gama lako elingwele, side siti ekugqibeleni ngetafu lako sizuze ubomi bapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

UXOLO luka-Tixo, olugqita kuko konke ukuqonda, malugeine intliziyo nengqondo zenu, nimazi nimtande u-Tixo, no-Nyana wake u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: ati u-Tixo u-Somandla, u-Yise, u-Nyana, u-Moya Oyingwele, anisikelele ahlale kuni ngonapakade. Amen.

¶ *Um-Dikoni makaxelelwe ukuba umelwe kuhlala umnyaka wonke engum-Dikoni (ukuba akukho sizatu sokuba lifinyezwe eloxesha ngu-Bishop) ukuze abe nengqondo eyaneleyo emicimbini ye-Kerike. Ukuba uyabonakala ukuba ukulele etembekile, angamiswa ngu-Bishop wake abe ngum-Priste, ngexesha elimisiweyo, mhlambi ngexesha ekufuneka ngalo, ngemini ye-Cawa, nokuba kungom-Hla ongewele, e-Kerikeni, pambi kwe-Ntlanganiso, ngulenkonziso ilandelayo.*

INKONZO

YOKUMISA ABA-PRISTE.

¶ Kwakufika imini emiswe ngu-Bishop, emva kom-Tandazo wa-Kusasa makubekó i-Ntshumayelo exela imisebenzi elunge kwabo baza kwenziwa aba-Priste; nokokuba olodidi lwaba-Fundisi lumele ukubakó e-Kerikeni ka-Kristu, nokokuba mabati-nina abantu ukubaxabisa kulomsebenzi wabo.

¶ Kugala makati u-“Archdeacon,” nokuba ngu-Mfundisi ombambeleyo, asondeze ku-Bishop (ehleli esihlalweni sake ngase-Tafileni engcwele) abo baza kungeniswa kudidi lobu-Priste (elowo enzibe ngokufanelekileyo), ati,

BAWO obekekileyo e-Nkosini, ndisondeza kuwe lamadoda (lendoda) ukuba angeniswe (ingeniswe) kudidi lobu-Priste.

U-Bishop.

LUMKELANI okokuba lamadoda niwasondezayo (lendoda niyisondezayo) kuti abe afanele (ibe ifanele) ngemfundo nangesimilo ukupáta lom-Sebenzi, ukuze kuzukiswe u-Tixo, kwakiwe ne-Kerike yake.

¶ Ati u-“Archdeacon” ukupendula,

NDIWABUZILE ndawalinga (Ndiyibuzile ndayilinga), ngati anjalo (injalo).

¶ Ati u-Bishop ebantwini,

BANTU bakowetu, aba ngaba sizakubamkelela (lo ngulowo sizakumamkelela) namhla-nje, ngemvume ka-Tixo, emsebenzini ongcwele wobu-Priste: kuba emveni kokuba sibavanyile (simvanyile) ngokwaneleyo asifumani nto icasene nokubekwa kwabo (kwake), siqonda ukuba babizelwe (ubizelwe) kulom-Sebenzi wabo (wake) ngeyona ndlela iyiyo, nokokuba ngabantu abawufaneleyo (ngumntu owufaneleyo). Kodwa ukuba kukó kuni owazi nasipina isizatu nokuba lityala elikulu nakuwupina kubo (okunye, kulomntu) esingabangela ukuba makangamkelelwa kulom-Sebenzi ongcwele makavele e-Gameni lika-Tixo alixele elotyala nesosizatu.

¶ Ukuba kukó ityala elikulu umhlaumbi isizatu esimiswayo, u-Bishop makayeke angambeki lomntu, kude kubonakale ukuba akanatyala.

¶ Aze u-Bishop, ecelela imitandazo yentlanganiso amadoda aza kubekwa, alete okanye acule i-Litani nemi-Tandazo elandelayo, kunye naba-Fundisi nabantu: kulomazwi afakwayo, endaweni yokuti “ama-Dikoni (i-Dikoni)” kutiwe “aba-Priste (um-Priste).”

¶ Ekupeleni kwe-Litani kugalwe i-Nkonzo yom-Tendeleko, inom-Tandazwana, ne-Ncwadana, ne-Vangeli ngokulandelayo.

Um-Tandazwana.

TXIXO Somandla, Mniki wazo zonke izinto ezilungileyo, ote ngo-Moya wako Oyingcwele wamisa indidi ngendidi zaba-Fundisi e-Kerikeni yako: Kangela ngetaru ababantu bako ababizelwa (lomntu wako obizelwa) kaloku nje kum-Sebenzi wom-Priste; yenjenjalo ukubazalisa (ukumzalisa) ngenyaniso

yemfundiso yako, ubahombise (umhombise) ngenhlalo emsulwa baze (aze) ngamazwi nangemizekelo elungileyo (nangomezekelo olungileyo) bakukonze (akukonze) ngokunyaniseka kulom-Sebenzi, ukuze kuzukiswe i-Gama lako, kube kukwakéka kwe-Kerike yako : ngenxa yemfaneleko yo-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingewele, kaloku nangonapakade. *Amen.*

I-Ncwadana.

Kwabase-Efeso iv. 7-13.

KE elowo kuti wababalwa ngokomlinganiso wokupá kuka-Kristu. Kungoko ati, Enyuké waya enyangweni, watimba intimbo, Wabapá izipó abantu. Oko ke kuti wenyuka kuyinto-nina, kunge kwa kukutí wehla nokuhla kuqala waya kwezona zizezantsi indawo zomhlaba? Owehlayo ikwangulowo wenyukayo waya ngapezu kwawo onke amazulu, ukuze azalise zonke izinto. Waza kwa yena wabapá abanye ukuba babe ngaba-Postile, abanye babe ngaba-Profite, abanye babe ngaba-Shumayeli bendaba ezilungileyo, abanye babe nga-Balūsi naba-Fundisi, Ukuze abangewele basulungekiselwe umsebenzi wolungiselelo, ukwakiwa ke komzimba ka-Kristu; Side tina sonke sifike kubo ubunye benkolo, nobokumazi okuzeleyo u-Nyana ka-Tixo, ebudodeni obupéleleyo, emlinganisweni wobukulu bokuzala kuka-Kristu.

Kulandele le-Vangeli.

U-Mateyu Ongcwele ix. 36-38.

WATI, akuzibona indimbane, wasikwa yimfesane zizo, ngokuba zibe zityafile, zicitakele ngokwezimvu ezingenamalūsi. Aze ati kubafundi bake, Ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi bambálwa; Kúngani ngoko e-Nkosini yokuvuna, ikúpe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo.

Okunye le.

U-Yohane Ongcwele x. 1-16.

INENE, inene ndití kuni, Ongangeniyo ngalo isango ebuhlanti bezimvu, osuka akwéle ngandawo yimbi, lowo ulisela nesihange. Ke yena ongena ngalo isango ngu-Malūsi wezimvu. Umgcini-sango uyamvulela lowo; ziti nezimvu zilive izwi lake, azibize ezake izimvu ngamagama, azikokele pandle zona. Xa ate wazikúpa ezake izimvu, uhamba pambi kwazo, ziti nezimvu zimlandele; ngokuba zilazi izwi lake. Ke owasemzini azingemlandeli, zosuka zimbeleke; ngokuba zingalazi izwi labasemzini. Lomzekeliso wawuteta kubo u-Yesu; ke bona abaziqondanga ukuba zinto zinina ezo abeziteta kubo. Wabuya watí ngoko kubo u-Yesu, Inene, inene ndití kuni, Ndim isango lezimvu. Bonke abezayo ngapambi kwam bangamasela nezihange; ke zona izimvu azibevanga. Ndim isango; ukuba umntu ute wangena ngam, wosindiswa; uyakungen' epuma, afumane utyani. Isela alizi lingazele ukuze libé, lixéle, litshabalalise. Mna ndizele ukuze babe nobomi, babe nabo ke ngokugqitiseleyo. Ndim u-Malūsi olungileyo; u-Malusi olungileyo ubomi bake ubuncamela izimvu. Ke yena ongunqeshwa engenguye u-Malūsi, ezingezizo ezake izimvu, uyibona incúka isiza, azishiye izimvu, abaleke, ize incúka izibambe, izicita-cite izimvu. Umqeshwa lo ke uyabaleka, ngokuba engunqeshwa, engazikátaleli izimvu. Ndim u-Malūsi olungileyo; ndiyazazi ezam, ndiyaziwa zezam. Njengokuba endazi u-Bawo, nam ndiyamazi u-Bawo, nobomi bam ndibuncamela izimvu. Ndinazo nezinye izimvu, ezingezizo ezobubuhlanti; nazo ezo ndimelwe kukuza nazo, zaziyakuliva izwi lam, zibe mhlambi mnye, no-Malūsi omnye.

¶ *Andule u-Bishop, ehleli esihlalweni sake, abekise kubo, ati,*

NIVILE, Bazalwana, (Uvile, Mzalwana,) kwanjengasekuzivavanyeni ngasese, nakulomazwi nisant' (usand') ukuyalwa ngawo, nakwizi-Fundo ezingewele ezicatshulwe e-Vangelini, nakwi-Kwalwaba-Postile, ukuba nesidima nokuba mkulu kwalom-Sebenzi nibizelwe (ubizelwe) wona. Ke, nangoku, siyaniyala (siyakuyala) nge-Gama le-Nkosi yetu u-Yesu Kristu ukuba nikumbule (ukumbule) ubukulu besidima nobunzima bomsebenzi enibizelwe (obizelwe) kuwo: wokuba nibe ngaba-Tunywa, aba-Lindi, ama-Gosa e-Nkosi (ube ngum-Tunywa, um-Lindi, i-Gosa le-Nkosi), nifundise niyale nidlise nilungiselele (ufundise uyale udlise ulungiselele) intsapo ye-Nkosi; nifune (ufune) izimvu zika-Kristu ezizintsali, abantwana bake abakulomhlaba okohlakeleyo, kona ukuze basindiswe ngo-Kristu ngonapakade.

Ngoko ke hlalani nikumbula (hlala ukumbula) ubukulu bendyebo enigciniswe (ogciniswe) yona: ngokuba bazizimvu zika-Kristu awazitengayo ngokufa kwake, nawapalaza i-Gazi lake ngenxa yazo. I-Kerike nabantu enisebenza (osebenza) kubo ingu-Mtshakazi, ingum-Zimba wake. Ukuba koti kwenzeka kuyo lo-Kerike nokuba kukwilungu layo ukuti kubekó ukwenzakala nesikubekiso ngenxa yokunganyameki niyabazi [uyabazi] ubukulu belotyala nesohlwayo esinzima eniyakuhlelwa [oyakuhlelwa] siso. Ngoko ke zilumkeleni nina [zilumkele wena] ngokubékisele kulom-Sebenzi wenu [wako] kubantwana baka-Tixo, kulo-Mtshakazi nom-Zimba ka-Kristu; nikangele, [ukangele] ukuba ningaze nipéze, ninqumame [ungaze upéze, unqumame] emsebenzini, ekunyamekeni nase-nkotalweni yenu [yako], nide nibe nikwenzile [ude ube ukwenzile] konke eninokukwenza [onokukwenza], njengoko nimelwe [umelwe] kukwenza ngako, niti

[uti] bonke enisebenza [osebenza] kubo nibazise [ubazise] ekukólweni nasekumazini u-Tixo, befezekile ku-Kristu, kungabikó kungapéleli kuni [kuwe] nasi-póso kunqulo luka-Tixo, nasekuhlaleni kwenu [kwako].

Njengokuba um-Sebenzi wenu [wako] unje ukuba nomkita, nobunzima obukulu, niyabona [uyabona] ke ukuba nkulu kwenyameko nemfundo enimelwe [omelwe] kukuba nayo, kona ukuze nibe ngabakuteleyo nababulelayo [ube ngokuteleyo nobulelayo] kulo-Nkosi, enibeké [ekubeké] kwisidima esinje ubukulu baso; kanjalo lumkelani [lumkela] ukuba nina ningoni ningabenzi [wena ungoni ungabenzi] nabanye bone. Noko kunjalo aningebi [akungebi] nakukwenza oku ngokwenu [ngokwako]; kuba lomvo nalomandla anikwa ngu-Tixo kupéla; ke ngoko nifanele nimele [ufanele umele] ukutandaza ngenyameko nicela [ucela] u-Moya wake Oyingewele. Nibona [Ubona] nje ukuba akukó ndlela yimbi eningawufezayo [ongawufezayo] ngayo lomsebenzi unzima kangaka obékiselele kusindiso lwabantu, kodwa ningawufeza [ungawufeza] ngemfundiso nezinyalo zezi-Bálo ezingewele nangentlalo evanayo nazo, ke ngoko benimelwe [ubumelwe] kuzingisa ukufunza nokuqwalasela izi-Bálo, nokumisa kuhle izimilo zenu [isimilo sako] nezentsapo zenu [nesentsapo yako] nilinganisa [ulinganisa] imigaqo yezozu-Bálo; nangenxa kwayalonto nimelwe [umelwe] kulahla nibeke [ubeke] bucala, ngangoko ninako, amaxála ngezinto zelizwe nemfundiso ezingalo.

Sinetemba elikulu ukuba nizizikisile nazipicota [uzizikisile wazipicota] ezizinto pakati kwenu [kwako] kwanini, nokuba nizimisele [uzimisele] ngokuti-cace, ngofefe luka-Tixo, ukuzinikela ngokupéleleyo kulom-Sebenzi atandé u-Tixo ukunibizela [ukukubizela] kuwo, ukuze ngangokuba ninako [unako] nizilahlele

[uzilahlele] kulento inye : nisingisele [usingisele] inyameko yenu [yako] yonke nezifundo zenu [zako] kwelocala ; nokuba nozingisa [wozingisa] ukutandaza ku-Tixo u-Yise, ngokutetelela kokupela ko-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, nicele [ucele] uncedo lwasezulwini luka-Moya Oyingewe ; ngokuzifunda nokuzizikisa izi-Bálo ezingwele, nize nibe nikúla nisomelela [uze ube ukúla usomelela] em-Sebenzini wenu [wako] ; ukuze nizame [uzame] ukuyicoca intlalo yenu [yako] neyentsapo zenu [yako] ivumelane nemigaqo kwanemfundiso zika-Kristu, ukuze nibe yimizekelo nemifuziselo epilileyo yentlalo [ube ngumzekelo nomfuziselo opilileyo wentlalo] engokuka-Tixo.

Ke ngoko, ukuze intlanganiso ka-Kristu ehlangeneyo apa ize nayo ibe nokwazi umoya wenu [wako] mayela nezindawo, nokuze esisitembiso senu [sako] sibe nokuniqubela [nokukuqubela] ngapezulu ekwazini imfanelo yenu [yako], niyakupendula [uyakupendula] ngokucacileyo ezindawo siyakunibuza [siyakukubuza] ngazo e-Gameni lika-Tixo ne-Kerike yake.

UCINGA ngokwako ukuba ubiziwe ngokwenyaniso na, ngokwemvume ye-Nkosi yetu u-Yesu Kristu nangokommiselo we-Kerike yelizwe ku-Didi nom-Sebenzi wobu-Priste ?

Impendulo. Ndinga njalo.

U-Bishop.

UYAZIKOLELWA na izi-Bálo ezingwele, ukuba zinazo ngokwaneleyo zonke imfundiso ezingamandla zosindiso lwapakade ngokólo ku-Yesu Kristu ? uzimisele na ukubafundisa kwezosi-Bálo abantu obapátisiweyo, nokuba ungafundisi nto yimbi ukuba

yengamandla elusindisweni lwapakade, ngapandle koyakuyikólelwa ukuba inokunqinwa sisi-Bálo ?

Impendulo. Ndikólelwa njalo, ndizimisele njalo ngocedo luka-Tixo.

U-Bishop.

UYAVUMA na ke ukuba uyakuhlala uzikútalela ukuzenza imfundiso ne-Sakramente noluleko luka-Kristu, njengoko i-Nkosi yayalelayo, nale-Kerike yelizwe yazamkelayo, ngokwemiteto ka-Tixo ; ukuze ubafundise abantu obapátisiweyo ukuba bazigcine bazenze ngenkotalo yonke ?

Impendulo. Ndiyavuma ukwenjenjalo, ngocedo lwe-Nkosi.

U-Bishop.

UYAKUKULUNGELA na, ngenkotalo yonke, ukugxota nokukwélelisa imfundiso ezibuxoki, ezicásene ne-Lizwi lika-Tixo, ukuyala nokululeka ekuhleni nangasese abafayo kwanabapilileyo, apo upéte kóna, kwakufuneka naxa kukó ituba ?

Impendulo. Ndiyakukulungela oko, i-Nkosi ingumncedi wam.

U-Bishop.

UYAVUMA na ukuba uyakuyikútalela imi-Tandazo, nokufunda izi-Bálo ezingwele, nezifundo ezince-disa ukuzazi, ubeke nxamnye ukupicota izinto zomhlaba nezenyama ?

Impendulo. Ndiyavuma ukuzama ukwenjenjalo, i-Nkosi ingumncedi wam.

U-Bishop.

UYAVUMA na ukuzinikela ngayo yonke inkotalo ekulungiseni intlalo yako, neyentsapo yako, ngokwemfundiso ka-Kristu ; uzenza ngangoko unako,

wena nayo, umzekelo nomfuziselo omhle emhlambini ka-Kristu ?

Impendulo. Ndiyavuma ukwenjenjalo, i-Nkosi ingumncedi wam.

U-Bishop.

UYAVUMA na ukumela ngangoko unako ukuzola, uxolo, notando, pakati kwama-Kristu onke, ngakumbi kwabo oyakubapátiswa ?

Impendulo. Ndiyavuma ukwenjenjalo, i-Nkosi ingumncedi wam.

U-Bishop.

UYAVUMA na ukumtobela u-Bishop wako, naba-Fundisi abakulu, abakongameleyo, uzamkele kakuhle nangentumekelelo iziyalo zabo ezingokomteto ka-Tixo, uzilulamele izigwebo zabo ezingokomteto ka-Tixo ?

Impendulo. Ndiyakwenjenjalo, i-Nkosi ingumncedi wam.

¶ *Ahambise u-Bishop, emi, atí,*

U-TIXO u-Somandla, oninikē (okunikē) intliziyo yokuba nizenze (uzenze) zonke ezizinto makaninike (makakunike) namandla okuzenza zona, ukuze niwufeze (uwufeze) umsebenzi wenu (wako) awuqalileyo kuni (kuwe); ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen*

¶ *Emva koku, i-Ntlanganiso mayicelwe ukuba izitandazele ngentliziyo zonke ezizinto: ngeloxesha makutiwe-cwaka.*

¶ *Kuqale u-Bishop (bequqile abo bazakubekwa babe ngaba-Prise) avume okanye atete iculo eliti "Yiza, Moya Oyingcwele"; balandele aba-Prise nabantu abakóyo, bavume bependulana ngemgca.*

YIZA, Moya Oyingcwele,
Ube kwezingqondo zetu:
Zizalise kokwe-Zulu
Inliziyo' ozenzileyo.

Yiza, Wena Mteteleli,
Sipó so-Somandla, yiza—
Mdlis' ubomi, Mpemb' utando,
No-Mtambisi wompefumlo.

Ungozipó zisixénxe,
Sandla sika-Tix' Omkulu:
Ulomenza ngokwedinga
Oliyilo isiteti.

Kányisel' izimvo zetu;
Tululela kut' utando:
Nyamezel' usomeleze
Tina bantu bobulwelwe.

Mtyále kude olutshaba,
Sip' uzolo olumiyo:
Xa usandulela Wena,
Sozipepá zonk' ingozi.

Sip' ukwaz' u-Yise ngawe.
Usazise nongu-Nyana:
Masikólwe futi nguwe,
Wena Moy' opuma kubo.

¶ *Atandazē u-Bishop, atí,*
Masitandaze.

TIXO Somandla, Bawo wasezulwini, ote ngotando lwako olungapéliyo nangokulunga kwako kuti, wasinika okupéla ko-Nyana wako otandiweyo u-Yesu

Kristu ukuba abe ngu-Mkululi wetu no-Mdali wobomi bapakade; owati, ekufezile ukukúlulwa kwetu ngokufa kwake, enyukele ezulwini, watumela elizweni aba-Postile bake, aba-Profithe, aba-Vangeli, aba-Fundisi, na-Balusi; ate ngokusebenza nangenkonzo yabo wazinyulela umhlambi omkulu macala onke ngelizwe ukuba uvakalise indumiso engunapakade ye-Gama lako elingwele; Ngenxa yalamalungelo makulu okulunga kwako kwapakade, nangenxa yokokuba uvumile ukubazela ababantu bako bakóyo [ukumbizela lomntu wako okóyo] apa kwakulom-Sebenzi nakule-Nkonzo imiselwe usindiso lwabantu bonke, siyakubulela ngentliziyo yonke, siyakubonga, sikunqule; sikukúnga ngentobeko, kwangalo-Nyana wako uncomekayo, ukuba wenze tina sonke esilapa nabakwezinye indawo ababiza i-Gama lako elingwele, sihlale sibonakalisa ukukubulela ngalá nangawo onke amanye amalungelo ako; nokuze sikúle imihla ngemihla siqúbele pambili ekwazini ekukólweni kuwe naku-Nyana wako, ngo-Moya Oyingwele; ukuze kuti ngababa-Konzi bako [ngalo-Mkonzi wako], nangabo bayakwalatela ukuba babe ngaba-Konzi bako [abe ngu-Mkonzi wako] kubo, i-Gama lako elingwele lidunyiswe gonapakade, nobukumkani bako obuncomekayo bandiswe; kwa ngaye u-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe, nibanye no-Moya Oyingwele, ngonapakade. *Amen.*

¶ *Ekupélani kwalomtandazo, abo baza kubekwa babe ngaba-Príste, beguqile ngamadolo, bayakubekwa izandla entloko bonke ngabanye, ngu-Bishop nanguba-Príste abakóyo; ati u-Bishop,*

YAMKELA u-Moya Oyingwele ukuba wenze i-Nkonzo nom-Sebenzi wobu-Príste e-Kerikeni

ka-Tixo, obunikelwayo ngoku, ngokubekwa kwezandla zetu. Ozono uzixolelayo, zixolelwe; nozono uzibambayo, zibambekile. Yiba li-Gosa elitembekileyo le-Lizwi lika-Tixo, nele-Sakramente zake ezingwele; e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingwele. *Amen.*

¶ *Ati u-Bishop, ebanika bonke ngabanye, beguqile, incwadi yezi-Bálo ezingwele, esiti,*

YAMKELA igunya lokushumayela i-Lizwi lika-Tixo, nokwenza i-Sakramente ezingwele, kwiNdawo oyakwalatela kuyo ngokomteto.

¶ *Ivunywe ngoku, okunye itetwe, i-Ngxelo yo-Kólo yase-Nikeya; ati u-Bishop awuhambise um-Tendeleko, oyakwamkelwa ngabo bonke ababekiweyo izandla benziwe aba-Príste, bahlale kwakulondawo babekelwe kuyo izandla, bade bawamkele um-Tendeleko.*

¶ *Kwakugqitywa um-Tendeleko, emva kom-Tandazwana wokugqibela, nxa izakutetwa i-Ntsikelelo, makweziwe lemi-Tandazo ilandelayo.*

BAWO otafu likulu, siyakukúnga, ukuba utumele kwababantu bako [kulomntu wako] intsikelelo yako yasezulwini, ukuze bambeswe [ambeswe] ngobulungisa, nokuze i-Lizwi lako abaliteta ngemilomo yabo [aliteta ngomlomo wake] libe nempumelelo, nokuze lingaze lifumane litetwe nje. Yenza kanjalo ukuba sibe namandla okuva samkele oko bayakukuteta [ayakukuteta] kuvela e-Lizwini lako elingwele, nokuvumelana nalo, esisindiswa ngako; ukuze kuti ngawo onke amazwi nangezzenzo zetu sifune uzuko lwako, nokwanda kobukumkani bako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

SIKOKELE, Nkosi, kuyo yonke imisebenzi yetu ngo-
Sefefe lwako olukulu, usihambise ngoncedo lwako
olungapeliyo; ize yona iqalwe, ihanjiswa, ifeziselwe
kuwe, sidumise ngayo i-Gama lako elingwele, side
siti ekugqibeleni ngetaflu lako sizuze ubomi bapakade;
ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

UXOLO luka-Tixo, olugqita kuko konke ukuqonda,
malugcine intliziyo nengqondo zenu, nimazi
nimtande u-Tixo, no-Nyana wake u-Yesu Kristu
i-Nkosi yetu: ati u-Tixo u-Somandla, u-Yise, u-
Nyana, u-Moya Oyingwele, anisikelele ahlale kuni
ngonapakade. *Amen.*

¶ *Ukuba ke kute ngamini nye abanye benziwa ama-
Dikoni, abanye babekwa babe ngaba-Prise; ngama-
Dikoni ayakusondezwa kuqala ku-Bishop, kulandele
aba-Prise; kwanele ke ukuba i-Litani itetwe kube
kanye. Mayitwetwe imi-Tandazwana yomibini; ku-
qalwe ngowama-Dikoni. I-Ncwadana iyakuba yile,
Kwabase-Efeso iv. 7-13, njengakule-Nkonzo inga-
sentla. Kwa ngoko emva kwe-Ncwadana, kuwa-
vanywe abo baza kwenziwa ama-Dikoni, babekwe
izandla. Yandul' ukufundwa i-Vangeli ngum-
Dikoni omisiweyo (i-Vangeli ke iyakuba yile,
U-Mateyu Ongcwele ix. 36-38, njengakule-Nkonzo
ingasentla; okunye, U-Luka Ongcwele xii. 35-38,
njengoko kumiswayo e-Nkonzweni yokwenza ama-
Dikoni), bandul' ukuvavanywa abo baza kumiswa
babe ngaba-Prise, babekwe izandla nabo.*

INKONZO YOKUMISA OKUNYE UKUNGCWALISA I-BISHOP NOKUBA YI-ARCHBISHOP;

IMELWE KUKUBA YENZIWE NGEMINI YE-CAWA OKUNYE
NGOM-HLA ONGCWELE.

¶ *Zakuba zonke izinto zilungisiwe e-Kerikeni, zamiswa
kakuhle, emva kokugqitywa kom-Tandazo wa-Kusasa,
i-Archbishop (nokuba yi-Bishop eyalathwe ukuquba
lomsebenzi) yoyala ngokwenza i-Nkonzo yom-
Tendeleko; ekufuneka ibekó.*

Um-Tandazwana.

TIXO Somandla, ote ngo-Nyana wako u-Yesu
Kristu wabapá aba-Postile bako abangcwele
izipó ezininzi ezilungileyo, wabayala kunene ukuba
bawaluse umhlambi wako; Siyakukúnga, bancede o-
Bishop naba-Fundisi be-Kerike yako, baze bazingise
ekushumayeleni i-Lizwi lako, baqeqeshe ngalo;
bati nabantu balive balenze, ukuze bamkeliswe bonke
isitsaba sobomi obungapeliyo; ngaye u-Yesu Kristu
i-Nkosi yetu. *Amen*

¶ *Enye i-Bishop ifunde i-Ncwadana.*

I Ku-Timoti iii. 1-7.

LITEMBEKILE ilizwi eli litl, Ukuba ubani unxá-
mele ubu-Bishop, unqwenela umsebenzi omhle.
Oyi-Bishop ngoko umelwe kukuti abe ngonge-
nakukálazelwa, eyindoda yamfazi mnye, eyincatu,

enesonti, ezibekile, ebuk'indwendwe, enokufundisa, Engageziswa yi-wayine, engembei, engemnxámeli wanzuzo imbi; makabe ngotántamisayo, engalwi, engemtandi wamali, Eyongamele kakuhle eyake indlu, abantwana bake bemtobele, benokundileka konke, (Kuba ukuba umntu akakwazi ukuyongamela eyake indlu, angati-nina ukupáta ibandla lika-Tixo?) Angabi ngosand' ukungeniswa, ukuze angatiwa-lwale lifatshi, eyele elugwebeni lomtyóli. Kanjalo-ke umelwe kukuti abe nobunqina obuhle obuvela kwabangapandle, ukuze angeyeli engcikivweni nasesibateni somtyóli.

Okunye le.

Izenzo xx. 17-35.

KEKALOKU e-Mileto apo watumela e-Efeso, wawabizela kóna amadoda amakulu alo ibandla. Akufika ke kuye, wati kuwo, Niyazi kakuhle nina, kususela kwimini yokuqala endati-qata ngayo kwelase-Asiya, ukuba ndati-nina ukuhlala kwam nani lonke ixesha, Ndikonzá e-Nkosini ndinako konke ukutobeka kwentliziyo nenyembezi ezininzi, nokulingwa okwandihlelayo ngamayelenqe ama-Yuda; Okokuba andinifihlelanga nto, ndanityela onke amalungelo, ndanifundisa ekuhleni nakwizindlu ngezindlu, Ndiqononondisa kuma-Yuda nakuma-Grike ukugqokela ku-Tixo nokukólwa kuyo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu. Nangoku, yabonani, ndiya mna e-Yerusalem, ndibotshiwe ngumoya, ndingazazi izinto eziy kundihlela kóna: Ndanel' ukwazi ukuba u-Moya Oyingwele eqononondisa kwimizi ngemizi, esiti ndilindwe ngamakámandela nazimbandezelo. Andikátalele nanye yezizinto; kanjalo nobomi bam obu andinqabe nabo, ukuze ndilufeze uhambo lwam ngovuyo, nölungiselelo endalwamkelayo e-Nkosini u-Yesu lokuqononondisa

indaba ezilungileyo zobabalo luka-Tixo. Nangoku, yabonani, ndiyazi mna, ukuba nina nonke ndahambayo pakati kwenu, ndibuvakalisa ubukumkani buka-Tixo, anisayikuba sabubona ubuso bam. Kungoko ndinqinayo kuni ngayo lemini yanamhla, ukuba mna ndimsulwa egazini labo bonke; Kuba andinifihlelanga nto, ndanityela lonke icebo lika-Tixo. Zilumkeleni ngoko, nawo wonke umhlambi, ate u-Moya Oyingwele wanimisa ukuba ngabaveleli bawo, ukuba nilaluse ibandla lika-Tixo, awazizuzelayo ngelelelake igazi. Kuba mna ndiyakwazi oku, ukuba emva kokumka kwam kuyakungena pakati kwenu incuka ezibawayo, zingawucong'i umhlambi. Ni kuni ngokwenu kuyakuvela amadoda ateta izinto ezigwenxa, ukuba abafole abafundi emva kwawo. Kungoko nditi, Pápáni, nikúmbula ukuba iminyaka emitatu, ubusuku nemini, andiyekanga ukululeka bonke ngabanye ndinenyembezi. Kungoku, bazalwana, ndiyaniyaleza ku-Tixo nakwilizwi lobabalo lwake, onako ukunaká, aninike ilifa pakati kwabo bonke abangwalisiweyo. Andinqwenelanga silvere na-golide nangubo kabani. Nina ke ngokwenu niyazi ukuba ezizandla zazisebenzela intswelo zam nezababe nazi. Ndanibonisa zonke izinto, ukuba ngokwenjenjalo ukubulaleka nimelwe kukuti niyisize imilwelwe, nikúmbule namazwi e-Nkosi u-Yesu, ngokuba yena wati, Ukupá kunoyolo ngapezu kokupáwa.

¶ *Ke enye i-Bishop yofunda i-Vangeli.*

U-Yohane Ongcwele xxi. 15-17.

BATI ke bakomula, ati u-Yesu ku-Simón Petros, Simón ka-Yona, uyanditanda na ngapezu kwaba? Ati kuye, Ewe, Nkosi, uyazi wena ukuba ndiyakutanda. Ati kuye, Dlisa amatakane am.

Apinde ati kuye okwesibini, Simon ka-Yona, uya-nditanda na? Ati kuye, Ewe, Nkosi, uyazi wena ukuba ndiyakutanda. Ati kuye, Yalusa izimvu zam. Ati kuye okwesitatu, Simon ka-Yona, uyanditanda na? Waba buhlungu u-Petros, kuba ete kuye okwesitatu, Uyanditanda na? Wati kuye, Nkosi, uyazazi izinto zonke wena; uyaqonda wena ukuba ndiyakutanda. Ati u-Yesu kuye, Dlisa izimvu zam.

Okunye le.

U-Yohane Ongcwele xx. 19-23.

KWAKUHLWA ngoko ngolokuqala usuku lwe-veki, zakubon'ukuba ingcango zivaliwe apo babehlanganisene kona abafundi, ngenxa yokoyika ama-Yuda, wafika u-Yesu wema pakati, wati kubo, Uxolo malube nani. Akutsho, wababonisa izandla necala lake. Bavuya ngoko abafundi bakuyibona i-Nkosi. Wapinda ngoko u-Yesu wati kubo, Uxolo malube nani; njengokuba u-Bawo enditumile mna, nam ndiyanituma nina. Akutsho wabapefumlela, wati kubo, Yamkelani u-Moya Oyingcwele; Abazono nite nazixolela, bazixolelwe; nabazono nite nazibamba, zibambekile.

Okunye le.

U-Mateyu Ongcwele xxviii. 18-20.

WEZA u-Yesu wateta kubo, esiti, Linikwe mna lonke igunya ezulwini nasemhlabeni. Hamba-ni ngoko niye kuzenza abafundi zonke intlanga, nibabaptizela e-Gameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingcwele. Nibafundisa ukuba bazigcine zonke izinto endiniwisele umteto ngazo; niyabona, mna ndinani yonke imihla kude kube sekupeliseni kwepakade eli.

¶ *Emva kwe-Vangeli ne-Ngxelo yo-Kölo yase-Nikeya, i-Ntshumayelo igqityiwe, i-Bishop ezakubekwa, (inxibele ingubo emhlope ende [Rochet]) yosondezwa zi-Bishop ezimbini pambi kwe-Archbishop yalommandla (okunye pambi kwe-Bishop egunyaziweyo ngokomteto), i-Archbishop isesihlalweni sayo kufupi ne-Tafle engcwele, i-Bishop ezizisondezayo ziyakuti,*

BAWO obekekileyo e-Nkosini, sisondeza kuwe lendoda engcwele nefundisiweyo ukuba imiswe ingewaliswe ibe yi-Bishop.

¶ *Yandule i-Archbishop ifune ukuba lendoda ifunge ukuba iyakuyitobela.*

Isi-Fungo sokuti iyakuyitobela i-Archbishop.

NGE-GAMA lika-Tixo. Amen. Mna, N. . . . ndinyulelwe ndibe yi-Bishop ye-Kerike neyom-Mandla wa . . . ndiyavuma, nditembisa ukululamela i-Archbishop ne-Nkundla ye-Kerike yase . . . nabayakuba sesikundleni sayo; ngoko ke anga angandanceda u-Tixo, ngaye u-Yesu Kristu.

¶ *Xa kubekwa i-Archbishop esisi-Fungo asiyikwenziwa.*

¶ *Yandule i-Archbishop icele i-Ntlanganiso eköyo ukuba itandaze, itsho isiti kuyo:*

BAZALWANA, kubaliwe kwi-Vangeli ka-Luka Ongcwele, okokuba um-Sindisi wetu u-Kristu wacita ubusuku bonke etandaza, pambi kokuba abanyule abatume aba-Postile bake abalishumi elinambini. Kanjako kubaliwe kwi-Zenzo zaba-Postile, okokuba aba-Fundi ababe kwa-Antiyokwe bazila ukudla batandaza pambi kokubeka izandla u-Paulos no-Barnabas, baza babatuma. Ngoko ke, silandela umzekelo wom-Sindisi wetu u-Kristu naba-Postile

bake, nati kuqala masitandaze pambi kokungenisa nokumtuma lomntu osondezwa kuti esiya kumsebenzi esitemba ukuba u-Moya Oyingewele umbizele kuwo.

¶ *Apa kotetwa i-Litani, njengakwi-Nkonzo yokwenza ama-Dikoni, ekoti emva kwamazwi athi: "Baká-nyisele bonke o-Bishop," etc., kuyekwe amazwi a(i)-Nkonzo afakweyo, kufakwe lamazwi:*

SIKELELA lomzalwana wetu onyuliweyo, umtumele uncedo lwako, aze awenze um-Sebenzi abizelwe kuwo, ukuze kwande i-Kerike yako, kuhlanelwe, kuzukiswe, kungewaliswe i-Gama lako.

Impendulo. Ungu ungasiva, Nkosi.

¶ *Kwandule kutetwe lom-Tandazwana.*

TIXO Somandla, Mniki wazo zonke izinto ezilungileyo, ote ngo-Moya wako oyingewele wamisa indidi ngendidi zaba-Fundisi e-Kerikeni yako; Kangela ngetaŕu lomntu wako obizelwa kaloku nje kum-Sebenzi we-Bishop: yenjenjalo ukumzalisa ngenyaniso yemfundiso yako, umhombise ngentlalo emsulwa, aze ngamazwi nangezenzo, akukonze ngokunyaniseka kulom-Sebenzi, ukuze kuzukiswe i-Gama lako, kube kukwakéka nokulaulwa kakuhle kwe-Kerike yako: ngenxa yemfaneleko yom-Sindisi wetu u-Yesu Kristu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingewele, kaloku nangonapakade. *Amen.*

¶ *Yotl i-Archbishop, isesihlahweni sayo, kulowo uzakungcwaliswa:*

MZALWANA, njengokuba isi-Bálo esingewele, nemi-Teto yakudala isitsho ukuti masingabeki izandla ngobunxámo, singangenisi namnye umntu ekulauleni i-Kerike ka-Kristu, awayitengayo ngokuti

apalaze i-Gazi lake; pambi kokuba ndikwamkele ube kobu-Bukonzi, ndoká ndikuvavanye kwimi-Gaqo etile ukuze le-Ntlanganiso ikóyo iqiqe inqine indlela ozimisele ukuzipáta ngayo e-Kerikeni ka-Tixo.

UYAZIKOLELWA na ukuba ubiziwe ngenene ukuba wenze lom-Sebenzi ngokwemvume ye-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, nangokommisele we-Kerike yelilizwe?

Impendulo. Ndikólelwa njalo.

I-Archbishop.

UYAZIKOLELWA na izi-Bálo ezingewele, ukuba zinazo ngokwaneleyo zonke imfundiso ezingamandla zosindiso lwapakade ngokólo ku-Yesu Kristu? Uzimisele na ukubafundisa kwezozizi-Bálo abantu obapátisiweyo, nokuba ungafundisi nto yimbi ukuba yengamandla elusindisweni lwapakade ngapandle koya kuyikólelwa ukuba inokunqinwa sisi-Bálo?

Impendulo. Ndikólelwa njalo, ndizimisele njalo ngoncedo luka-Tixo.

I-Archbishop.

WOZOMELEZA na ngenyameko ngazo ezozizi-Bálo zingewele, ubiza ku-Tixo ngomtandazo ukuze ube nako ukuziqonda; nokuze ube nako ukufundisa ngazo, uyale ngemfundiso ezipilileyo, woyise, uqondise abo bazicásileyo?

Impendulo. Ndiyakwenjenjalo, ngoncedo luka-Tixo.

I-Archbishop.

SEULUNGELE na, ngenkutalo yonke, ukugxota nokukwélelisa zonke imfundiso ezibuxoki, ezicásene ne-Lizwi lika-Tixo; nokuba woti ekuhleni nangasese ucele ukútaze nabanye ukukwenza oko?

Impendulo. Sendilungele oko. i-Nkosi ingumncedi wam.

I-Archbishop.

UYAKUNCAMA na konke ukungahloneli-Tixo nokukánuka oku kokwehlabati, uhlale ngokunesonti, nangokobulungisa, nangokuhlonela u-Tixo, kwelipakade langoku; ukuze uti ngazo zonke izinto ube ngumzekelo wemisebenzi emihle pambi kwabanye, kudanswe utshaba lungabi nanto lukugiba ngayo?

Impendulo. Ndiyakwenjenjalo, i-Nkosi ingumncedi wam.

I-Archbishop.

UYAVUMA na ukumela, ngangoko unako, ukuzola, utando, noxolo, kubantu bonke; bati abapazamisi, abangatobeliyo, nabonayo kwi-Dayosis yako ubaluleke ubohlwaye, ngegunya onalo nge-Lizwi lika-Tixo, nowolinikwa ngokom-Miselo welilizwe?

Impendulo. Ndiyakwenjenjalo, ngoncedo luka-Tixo.

I-Archbishop.

UYAKUNYAMEKA na, ukumisela ukutuma noku-beka izandla abanye?

Impendulo. Ndiyakunyameka, ngoncedo luka-Tixo.

I-Archbishop.

WOBA ngondilekileyo na, ube netafu ngenxa ka-Kristu, kumahlwempu nakwabasweleyo, nakubahambi bonke abafuna ukuncedwa.

Impendulo. Ndobanjalalo, ngoncedo luka-Tixo.

¶ *Ihambise i-Archbishop, imi, úi :*

U-TIXO u-Somandla, okunikē intliziyo yokuba uzenze zonke ezizinto makakunike namandla okuzenza zona: azalisekise kuwe umsebenzi olu-

ngileyo aselewuqalile, kóna ukuze ngomhla wokupéla ufunyanwe ungofezekileyo ungenasizatu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Yandule i-Bishop ezakubekwa yambate zonke izinzibo zayo zobu-Bishop; iguqe kuvunye okunye kutetwe iculo eliti "Yiza, Moya Oyingewe," kuhlabela i-Archbishop, i-Bishop nabanye abakóyo benikelana ngemigca.*

YIZA, Moya Oyingewe,
Ube kwezingqondo zetu:
Zizalise kokwe-Zulu
Intliziy' ozenzileyo.

Yiza, Wena Mteteleli,
Sipó so-Somandla, yiza—
Mdli's ubomi, Mpemb' utando,
No-Mtambisi wompefumlo.

Ungozipó zisixénxe,
Sandla sika-Tix' Omkulu:
Ulomenza ngokwedinga
Oliyilo isiteti.

Kányisel' izimvo zetu;
Tululela kut' utando:
Nyamezel' usomeleze
Tina bantu bobulwelwe.

Mtyále kude olutshaba,
Sip' uxolo olumiyó:
Xa usandulela Wena,
Sozipépa zonk' ingozi.

Sip' ukwaz' u-Yise ngawe,
Usazise nonqu-Nyana:
Masikólwe futi nguwe,
Wena Moy' opuma kubo.

¶ *Emva koko yoti i-Archbishop,*

Nkosi, wupulapule umtandazo wetu.

Impendulo. Sifikelele kuwe isikalo setu.

Masitandaze.

TIXO Somandla, Bawo onetafu, ote ngokulunga kwako okungapeliyo wanikela okupela ko-Nyana wako otandweyo u-Yesu Kristu, abe ngu-Mkúluli wetu no-Mdali wobomi bapakade; owati ekufezile ukukúlulwa kwetu ngokufa kwake, enyukele ezulwini, watoba izipò zake ezininzi pezu kwabantu, esenza abanye aba-Postile, abanye aba-Profite, abanye aba-Vangeli, abanye a-Balúsi naba-Fundisi, ukuze kwakéke kufezike i-Kerike yake; Mpé, siyakukúnga, lomkonzi wako lomandla ukuze abe ngolungele ukuhambisa i-Vangeli yako, indaba zovuyo zoxolelaniso nawe: alisebenzise igunya alinikwayo, lingabi leloutshabalalisa, kodwa libe lelosindiso: lingenzi bubu, kodwa lincede: ukuze ati, njengomkonzi olumkileyo nonyanisekileyo, esabela eyako intsapo isabelo ngexesha elililo, ekupeleni amkelwe kuvuyo lwapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

¶ *Yandule i-Archbishop ne-Bishop ezikóyo babeke izandla zabo pezu kwentloko ye-Bishop ebekwayo, yona iguqa pambi kwazo, i-Archbishop isiti:*

YAMKELA u-Moya Oyingwele, ukuba wenze i-Nkonzo nom-Sebenzi wobu-Bishop e-Kerikeni ka-Tixo, obunikelwayo ngoku ngokubekwa kwezandla zetu; Nge-Gama lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingwele. *Amen.* Ukumbule ukuba usikwézele isipò sika-Tixo esinikelwa kuwe ngokubekwa kwezandla

zetu: kuba u-Tixo akasinikanga umoya wokoyika, kodwa owamandla, wotando, nowobuncatu.

¶ *I-Archbishop yomnika i-Babile isiti:*

ZINIKELE ekufundeni, ekuyaleni, nasemfundisweni. Cinga ngezinto ezikule-Ncwadi. Zikutalele, ukuze indyebó ezikuzo zibonakale kubantu bonke. Zilumkele wena, nemfundiso, unyameke ukuzifeza: kuba ngokwenza okó wozisindisa wena nabo bakuvayo. Yiba ngumalúsi emhlambini ka-Kristu, ungabi yincúka: wudlise, unga wutshabalalisi. Pakamisa abatyafileyo, pilisa abafayo, bopa abapúkileyo, guqula ababádulayo, funa abalahleki. Yiba netaru, kodwa ungabi ngongenanyameko; qeqesha, kodwa ungalibali ukuba netafu: ukuze akubonakala u-Malúsi Omkulu wamkele isitsaba sobuqaqauli esingagugiyi; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Yandule i-Archbishop igúbe i-Nkonzo yom-Tendeleko: ekoti iwamkele i-Bishop esandul' ukubekwa, kunye nabanye.*

¶ *Ekugqibeleni, nza izakutetwa i-Ntsikelelo, kotetwa lemi-Tandazo.*

BAWO otafu likulu, siyakukúnga ukuba utumele kulomntu wako intsikelelo yako yasezulwini; umambese ngo-Moya wako Oyingwele, ukuze ati, eshumayela i-Lizwi lako, angati kupéla atetise, abongoze, akálimele ngomonde nangemfundiso; kodwa abe ngumzekelo opilileyo kwabakólwayo, ngelizwi, ngezincoko, ngotando, ngokólo, ngobumsulwa, nangococoko: ukuze ati, egqibé umsebenzi wake ngokunyaniseka, ngomhla wokupéla amkele isitsaba sobulungisa esibekwe yi-Nkosi um-Gwebi olilungisa, ohleli elaula engu-Tixo omnye no-Yise no-Moya Oyingwele, kaloku nangonapakade. *Amen.*

SIKOKELE, Nkosi, kuyo yonke imisebenzi yetu ngofefe lwako olukulu, usihambise ngoncedo lwako olungapeliyo; ize yona iqalwe, ihanjiswe, ifeziselwe kuwe, sidumise ngayo i-Gama lako elingewele, side siti ekugqibeleni ngetafu lako sizuze ubomi bapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

UXOLO luka-Tixo, olugqita kuko konke ukuqonda, malugcine intliziyo nengqondo zenu, nimazi nimtande u-Tixo, no-Nyana wake u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: ati u-Tixo u-Somandla, u-Yise, u-Nyana, u-Moya Oyingowele, anisikelele ahlale kuni ngonapakade. *Amen.*

ISIMISELO SONTANDAZO NOMBULELO KU-TIXO U-SOMANDLA,

emasenzinwe kuzo zonke i-kerike nezindlu zokutandazela, yonke iminyaka, xa kufike usuku lwesikumbuzo sokungena ebukosini kwalowo umiselhwe ukuba abe ngu-Kumkani, okunye nokuba yiyipina imini eyomiselwa ngonegunya.

I.

¶ *Ngezeshela lom-Tandazo wa-Kusasa nowango-Kuhlwa makwenziwe ezi-Ndumiso, nezi-Fundo, nezi-Kungo, nemi-Tandazwana.*

I-Ndumiso ezimiselweyo: 20, 101, 121.

Izi-Fundo ezimiselweyo: Esokuqala, U-Yoshuwa i. 1-10, okunye Imi-Zekeliso viii. 1-17.

Esesibini, Kwabase-Roma xiii. 1-11, okunye Isi-Tyilelo xxi. 22-xxii. 4.

Izi-Kungo, emva kwe-Ngxelo yo-Kôlo.

Um-Priste. Nkosi, sibonise ububele bako.

Abantu. Usipé usindiso lwako.

Um-Priste. Nkosi, sindisa u-Kumkani.

Abantu. Otembele kuwe.

Um-Priste. Mtumele uncedo oluvela kwingweie yako.

Abantu. Umkúsele ngamandla ako amaxesha onke.

Um-Priste. Yiba yinqaba yake yamandla, Nkosi.

Abantu. Ezintshabeni zake.

Um-Priste. Yambesa aba-Fundisi bako ngobulungisa.

Abantu. Uvuyise abantu bako abanyuliweyo.

Um-Priste. Nkosi, sindisa abantu bako.

Abantu. Ulisikelele ilifa lako.

Um-Priste. Sipé uxolo ngexesha letu, Nkosi.

Abantu. Ngokuba kungekó wumbi usilwelayo, nguwe wedwa, Tixo.

Um-Priste. Nkosi, wupulapule umtandazo wetu.

Abantu. Sifikelele kuwe isikálo setu.

¶ *Emva kom-Tandazwana wokuqala, kum-Tandazo wa-Kusasa, nakowango-Kuhlwa, makutetwe lom-Tandazwana ulandelayo.*

TIXO, oti ngamandla ako ulungiselele abantu bako ubalaule ngotando; Wanga ungasikelela umkonzi wako u-Kumkani wetu, ukuze, elaula nje esisizwe, asipáte ngobulumko, ize ne-Kerike yako ikukonze ngomoya wentobeko; yenza ukuba azinikele ngentliziyo kuwe, azingise ukwenza okulungileyo, umkokelele ade angene ebukumkanini bako bapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

¶ *Ukuba i-Litani iyavunywa, okunye iyatetwa, makutetwe lemi-Tandazwana emva kwalo uti Siyakutandaza, Bawo, ngolulamo: ukuba i-Litani ayenziwa, makutetwe lemi-Tandazwana esikundleni sowokutandazela u-Kumkani nosapo lwake, okum-Tandazo wa-Kusasa nowango-Kuhlwa.*

NKOSI, Tixo wetu, olaula zonke izinto ngelizwi lamandla ako; Yamkela imitandazo yetu esiyenzela u-GEORGE u-Kumkani wetu, kuba (ngalimini) wamiselwa ukulaula tina, ngamandla ako, nokuba abe ngu-Kumkani wetu; Uz' umsikelele, siyakukúnga, kunye no-Kumkanikazi wetu u-Elizabeth, u-Mary u-Nina wo-Kumkani, in-Kosazana u-Elizabeth; baze bati, betembele ebulungiseni bako, bakúselwe ngamandla ako, bevatiswe lunolelelo lwako olungapélendawo, bazingise ukuhlala ngoxolo nempilo, ngovuyo nembeko, ukuze emva kobubomi bazuze ubomi nozuko lwapakade, ngenxa yemfaneleko nokusitetelela kuka-Kristu Yesu u-Msindisi wetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

TIXO Somandla, olaula onke amakomkulu omhlaba, uwapáta ngokutanda kwako; Siyakubulela kuba utandile; (njenganamhla-nje,) ukubeka umkonzi wako inkosi yetu, u-Kumkani u-GEORGE, ukuba alaula esisizwe: Makakokelwe bubulumko bako, omelezwe yingalo yako: yandisa, esalaula nje, ubulungisa, uxolo, ububele. Kokelela kolwako udumo onke amacebo namalinga ake okunceda abantu abapéteyo; sipé nati amandla simtobebe sivuya, naye abe kusoloko etandwa ngabantu bake; yenza ukuba alaula ixesha elide onwabile, umnike ubomi bapakade kwelizayo; ngaye u-Yesu Kristu, i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokutandazela ukubandakanywa kwama-Kristu.

TIXO, Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, okupéla ko-Msindisi wetu, i-Tshawe loxolo: Sipé amandla siqwalasele ingozi esikuzo ngenxa yokuba singenakuvana sibe banye. Susa kuti yonke intiyano nokukwélezelana, nokuba yiyipina into etintela

ubunye nemvisiswano : ukuze kuti, kuba u-Mzimba umnye, u-Moya umnye, i-Temba linye lo-Bizo lwetu, inye i-Nkosi, lunye u-Kôlo, lunye u-Báptizo, mnye u-Tixo u-Bawo wetu sonke, ukususela kwelishesha sonke sibe ngabacinga ntonye, sivane, sibotshwe ngebände elinye loku-Nyaniseka no-Xolo, lo-Kôlo no-Tando, siti ngamxélo mnye sidumise Wena ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

II.

UM-TENDELEKO.

¶ *Kum-Miselo wokwenziwa kom-Tendeleko Ongewele, esikundleni som-Tandazwana, ne-Ncwadana, ne-Vangeli yemini makutetwe le ilandelayo.*

Um-Tandazwana.

TIXO, oti ngamandla ako ulungiselele abantu bako, ubalaule ngotando : Wanga ungasikelela umkoni wako u-Kumkani wetu, ukuze, elaula nje esisizwe, asipáte ngobulumko, ize ne-Kerike yako ikukonze ngomoya wentobeko ; yenza ukuba azinikele ngenliziyo kuwe, azingise ukwenza okulungileyo, umko-kele ade angene ebukumkanini bako bapakade ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingwele, emnye u-Tixo, ngonapakade, *Amen.*

I-Ncwadana. 1 Ka-Petros Ongewele ii. 11-18.

I-Vangeli. U-Mateyu Ongewele xxii. 16-23.

¶ *Ukuba lemimi ifike nge-Cawa, nokuba kunge-Mini engewele, um-Tandazwana, i-Ncwadana, ne-Vangeli zalomini mazenziwe, nalom-Tandazwana uti, Tixo, oti ngamandla ako ulungiselele abantu bako, wenziwe emva kom-Tandazwana wemini.*

III.

¶ *Nale-Nkonzo ilandelayo ingenziwa kwangalomini nokuba kungalipina izesha.*

TE DEUM LAUDAMUS. “Siyakubonga, Tixo,” etc.

¶ *Um-Priste ahambise ati,*

I-Nkosi maibe nani.

Abantu. Ibe nomoya wako.

Masitandaze.

Taŕu, Nkosi.

Taŕu, Kristu

Taŕu, Kristu.

BAWO wetu osezulwini, Malingewaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni ; Usisindise enkohlakalweni. *Amen.*

¶ *Apa um-Priste makeme, ahambise ati,*

Nkosi, sindisa u-Kumkani.

Abantu. Otembele kuwe.

Um-Priste. Mtumele uncedo oluvela kwingwele yako.

Abantu. Umkúsele ngamandla ako amaxesha onke.

Um-Priste. Intshaba zake mazingabi nako ukumoyisa.

Abantu. Nokohlakeleyo makangasondeli ukumenzakalisa.

Um-Priste. Nkosi, wupulapule umtandazo wetu.

Abantu. Sifikelele kuwe isikálo setu.

Masitandaze.

TIXO, oti ngamandla ako ulungiselele abantu bako, ubalaule ngotando; Wangu ungasikelela umkonzi wako u-Kumkani wetu, ukuze, elaula nje esisizwe, asipate ngobulumko, ize ne-Kerike yako ikukonze ngomoya wentobeko; yenza ukuba azinikele ngenliziyo kuwe, azingise ukwenza okulungileyo, umkokelele ade angene ebukumkanini bako bapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

NKOSI, Tixo wetu, olaula zonke izinto ngelizwi lamandla ako; Yamkela imitandazo yetu esiyenzela u-*GEORGE* u-Kumkani wetu, kuba (ngalemuni) wamiselwa ukulaula tina, ngamandla ako, nokuba abe ngu-Kumkani wetu; Uz' umsikelele, siyakukunga, kunye no-Kumkanikazi wetu u-*Elizabeth*, u-*Mary* u-Nina wo-Kumkani, in-Kosazana u-*Elizabeth*; baze bati, betembele ebulungiseni bako, bakuselwe ngamandla ako, bevatiswe lunonelelo lwako olungapélendawo, bazingise ukuhlala ngoxolo nempilo, ngovuyo nembeko, ukuze emva kobubomi bazuze ubomi nozuko lwapakade, ngenxa yemfaneleko nokusitetelela kuka-Kristu Yesu u-Msindisi wetu, ohleli elaula nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. *Amen.*

TIXO Somandla, olaula onke amakomkulu omhlaba, uwapata ngokutanda kwako; Siyakubulela kuba utandile. (njenganamhla-nje,) ukubeka umkonzi wako inkosi yetu, u-Kumkani u-*GEORGE*, ukuba alaula esisizwe: Makakokelwe bubulumko bako, omelezwe yingalo yako: yandisa, esalaula nje, ubulungisa, uxolo, ububele. Kokelela kolwako udu-

mo onke amacebo namalinga ake okunceda abantu abapeteyo; sipé nati amandla simtobele sivuya, naye abe kusoloko etandwa ngabantu bake; yenza ukuba alaula ixesha elide onwabile, umnike ubomi bapakade kwelizayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

Owokutandazela ukubandakanywa kwama-Kristu.

TIXO, Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, okupela ko-Msindisi wetu, i-Tshawe loxolo; Sipé amandla siqwalasele ingozi esikuzo ngenxa yokuba singenakuvana sibe banye. Susa kuti yonke intiyano nokukwélezelana, nokuba yiyipina into etintela ubunye nemvisiswano: ukuze kuti, kuba u-Mzimba umnye, u-Moya umnye, i-Temba linye lo-Bizo lwetu, inye i-Nkosi, lunye u-Kôlo, lunye u-Bâptizo, mnye u-Tixo u-Bawo wetu sonke, ukususela kwelishesha sonke sibe ngabacinga ntonye, sivane, sibotshwe ngebande elinye loku-Nyaniseka no-Xolo, lo-Kôlo no-Tando, siti ngamxélo mnye sidumise Wena; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO Somandla, Mtombo wabo bonke ubulumko, ozaziyo zonke intswelo zetu singekaceli, nokungazi kwetu ukucela; Siyakukunga ukuba ube nosizi ngenxa yobutataka betu, usipé ezonto esoyika ukucicela ngokungazifaneli kwetu, nezo singenakuzicela ngobumfama betu, ngenxa yemfaneleko yo-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

MAKATI u-Tixo u-Somandla, u-Yise, u-Nyana, u-Moya Oyingcwele, anisikelele, ahlale kuni ngonapakade. *Amen.*

ISALATISO,

EKUDWELISWE KUSO ABANTU ABANGAVUNYELWEYO SISI-BALO
NANGU-MTETO, NGESIZATU SOKWALAMANA, UKUBA BATSHATE.

Indoda ayingezeki

- 1 Uninakulu,
- 2 Umka-yisemkulu,
- 3 Uninakulu womkayo.
- 4 Udade boyise,
- 5 Uninakazi,
- 6 Umka-yisekazi.
- 7 Umka-ninalume,
- 8 Udade boyise womfazi,
- 9 Udade bomkwekazi.
- 10 Unina,
- 11 Unin' omtsha,
- 12 Umkwekazi.
- 13 Intombi yayo,
- 14 Intombi yomkayo,
- 15 Umolokazana.
- 16 Udade wayo,
- 17 Umlanyakazi,
- 18 Umka-mentakwayo.
- 19 Intombi yonyana wayo,
- 20 Intombiyentombiyayo,
- 21 Umfazi wonyana wonyana wayo.
- 22 Umfazi wonyana wentombi yayo,
- 23 Intombi yonyana womkayo,
- 24 Intombi yentombi yomkayo.
- 25 Intombi yomntakwayo,
- 26 Intombi yodade wayo,
- 27 Umfazi wonyana womntakwayo.
- 28 Umfazi womtshana wayo,
- 29 Intombi yomnakwobomfazi,
- 30 Intombi yomlanyakazi.

Inkazana ayingendeli

- 1 Kuyisemkulu,
- 2 Kumyeni woninakulu,
- 3 Kuyisemkulu wendoda.
- 4 Kuyisekazi,
- 5 Kuninalume,
- 6 Kumyeni wodade boyise.
- 7 Kumyeni woninakazi,
- 8 Kumntakwabo-yise wendoda,
- 9 Kuninalume wendoda.
- 10 Kuyise,
- 11 Kuyis' omtsha,
- 12 Kuyisezala.
- 13 Kunyana,
- 14 Kunyana womyeni wayo,
- 15 Kumyeni wentombi.
- 16 Kumnakwayo,
- 17 Kumntakwabo-ndoda,
- 18 Kumyeni wodade wayo.
- 19 Kunyana wonyana wayo,
- 20 Kunyana wentombiyayo,
- 21 Kumyeni wentombi yonyana wayo.
- 22 Kumyeni wentombi yentombi yayo,
- 23 Kunyana wonyana wendoda,
- 24 Kunyana wentombi yendoda.
- 25 Kunyana womnakwayo,
- 26 Kunyana wodade wabo,
- 27 Kumyeni wentombi yomnakwayo.
- 28 Kumyeni wentombi yodade wabo,
- 29 Kunyana womntakwabo-ndoda,
- 30 Kunyana wodade bendoda.

PRINTED IN GREAT BRITAIN BY
WILLIAM CLOWES AND SONS, LIMITED,
LONDON AND BECCLES.

IBALATISO

- 1 Indleko yomoya
- 2 Indleko yomoya
- 3 Indleko yomoya
- 4 Indleko yomoya
- 5 Indleko yomoya
- 6 Indleko yomoya
- 7 Indleko yomoya
- 8 Indleko yomoya
- 9 Indleko yomoya
- 10 Indleko yomoya
- 11 Indleko yomoya
- 12 Indleko yomoya
- 13 Indleko yomoya
- 14 Indleko yomoya
- 15 Indleko yomoya
- 16 Indleko yomoya
- 17 Indleko yomoya
- 18 Indleko yomoya
- 19 Indleko yomoya
- 20 Indleko yomoya
- 21 Indleko yomoya
- 22 Indleko yomoya
- 23 Indleko yomoya
- 24 Indleko yomoya
- 25 Indleko yomoya
- 26 Indleko yomoya
- 27 Indleko yomoya
- 28 Indleko yomoya
- 29 Indleko yomoya
- 30 Indleko yomoya

UMMISELO

WOKWENZWA KWESIDLO SENTOSI
ESINGUMTENDELEKO ONGCWELE

1. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
2. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...

3. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
4. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...

OMNYE UMMISELO WOKWENZA
UMTENDELEKO ONGCWELE

1. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
2. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...

3. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
4. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
5. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
6. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
7. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
8. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
9. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
10. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
11. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
12. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
13. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
14. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
15. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
16. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
17. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
18. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
19. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
20. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
21. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
22. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
23. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
24. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
25. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
26. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
27. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
28. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
29. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...
30. Indleko yomoya ubungena ku-Tendeleko yomoya...

UMMISELO

WOKWENZIWA KWESIDLO SENKOSI ESINGUMTENDELEKO ONGCWELE

¶ Bonke abafuna ukungena em-Tendelekweni mabawazele amagama abo kum-Fundisi, ingekafiki imini yokwenziwa kwawo.

¶ Ukuba kukò kubo owaziwayo ukuba uhleli esonweni, okunye ungumapili wemimisele ye-Kerike, uyakuti um-Fundisi akukwazi oko, ambize lomntu, amqondise ukuba makangakè alinge ukuza e-Tafileni ye-Nkosi, ade azele ekuhlени ukuba uguqukile kanye, wazilungisa zonke indawo ate wona ngazo, ukuze in-Tlanganiso ebizakaniswe nguye ibuye ikóliseke. Kanjalo lomntu makazele ukuba ubaxolisile abantu abebonile, ati okunye enze isitembiso sokuti uyakukwenza oko, akuba namandla okwenjenjalo.

¶ Um-Fundisi uyakwenza kwa ngokunjalo akubona ukuba kukò abantu abanenzondo betiyene; angavumi ukuba beze e-Tafileni ye-Nkosi ade abone ukuba bazolelene. Ke ukuba omnye wabo batiyeneyo unga angakuzolela ngentliziyo konke ukoniwa kwake, avume ukwenza imbuyiselo ngokwake ukona; kanti ukuba omnye lowo akavumi, upikele ukuhlala ngenkani nenzondo, um-Fundisi uyakumamkela oququkileyo em-Tendelekweni ongwele, amale ongaququkanga. Woti um-Fundisi obakupayo abantu njengoko kubáliweyo apa, ababike ku-Bishop zingekagqiti intsuku ezilishumi elinane. Ati u-Bishop, ukuba kuyafuneka, abapáte abobantu ngokomletso omiselweyo.

¶ *Maiti i-Tafile ngezesho lom-Tendeleko ibe ne-linen emhlope entle. Ati um-Priste, emi ngase-Tafileni, afunde ngelizwi elivakalayo, abantu begugile :*

ISINGENISO.

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni. Amen.

Um-Tandazwana.

TIXO Somandla, ekutyileke kuwe intliziyo zabantu, oyaziyo yonke iminqweno yabo, ongenakufihlelwa nto; Hlambulula intliziyo zetu ngokusipefumlela ngo-Moya wako oyi-Ngcwele, size sikutande ngokupéleleyo, silidumise i-Gama lako elingcwele ngokulifaneleyo; ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *Ati um-Priste, ebéke ebantwini, ashumayeke ngezwi elivakalayo IMITETO ELISHUMI, abantu besagugile; bati emva kwemi-Teto ngaminye batdruzise u-Tixo ngenza yokuyigqita kwabo (okunye ngokobalo, mhlambi ngokwentsingiselo yasemoyeni), bacele amandla okuyibamba ngezesho elizayo, ngokulandelayo :*

Um-Fundisi.

I. U-TIXO wateta lamazwi, wati; Mna ndiyi-Nkosi u-Tixo wako: Akuyikuba natixo bambi ngapandle kwam.

II. Akuyikuzenzela mfanekiso uqingqiweyo, nanto ifana nesezulwini pezulu, nesemhlabeni pantsi, nese-

manzini ngapantsi komhlaba. Akuyikubuda kuzo, ungazinguli kanjalo.

III. Akuyikufumana ulikankanye i-Gama le-Nkosi u-Tixo wako.

IV. Kumbula umhla we-Sabata uwenze ngcwele. Uyakusebenza imihla ibe mitandatu, uwenze wonke umsebenzi wako; ke wona umhla wesixénxe uyi-Sabata ye-Nkosi u-Tixo wako.

V. Beka uyihlo nonyoko.

VI. Akuyikubulala.

VII. Akuyikuxeza.

VIII. Akuyikubá.

IX. Akuyikunqina ubuzoki.

¶ *Abantu nabavumi bayakufunda, okunye bavume, emva kwemiteto ngaminye :*

Nkosi, senzele inceba, uzibékise intliziyo zetu ekubambeni lomteto.

X. Akuyikunqwenela.

Impendulo. Nkosi, senzele inceba, uyibále lemiteto yako yonke ezintliziyweni zetu, siyakutandaza.

¶ *Imiteto elishumi mayifundwe kube kanye nge-Oawa nge-Advent ne-Lent, kodwa inokuyekwa ngamazwambi. Xana iyekiweyo, kothwa :*

WATI u-Yesu: Uyakuyitanda i-Nkosi u-Tixo wako ngentliziyo yako yonke, nangompefumlo wako wonke, nangengqondo yako yonke, nangamandla ako onke: Nguwo lo ongapambili nomkulu umteto. Nowesibini ufana nawo, nangu, Uz'ulutande umelwane lwako njengoko uzitanda ngako. Kulemiteto mibini kuxòmekeke wonke umteto naba-Profite.

Abantu. Nkosi, senzele inceba, uyibále lemiteto yako yonke ezintliziyweni zetu, siyakutandaza.

¶ *Emva koluntshwankatelo, okunye endaweni yalo, kungafundwa mhlambi kungavunywa :*

Nkosi, senzele inceba.

Kristu, senzele inceba.

Nkosi, senzele inceba.

¶ *Kwandule kutetwe :*

Um-Priste. I-Nkosi maibe nani.

Abantu. Ibe nomoya wako.

Masitandaze.

¶ *Kwandule kutetwe um-Tandazwana wemini ekoyo. Eminye imi-Tandazwana ingalandela njengokumiselwa kwayo, okanye njengokugunyaziswa kwayo, um-Tandazwana wokugqibela ube nesipelo esizeleyo.*

IMFUNDISO.

¶ *Ati um-Priste akwugqiba um-Tandazwana, afunde i-Ncwadana yalomini, esiti, I-Ncwadana [ati mhlambi, Isi-Catshulwa sezi-Balo esimiselwe i-Ncwadana,] ibalwe [sibalwe] kwisahluko — sika —, kuqala kwisahlukwana —. Yakugqitywa i-Ncwadana uyakuti, Ipela apa i-Ncwadana. Aze afunde i-Vangeli, (abantu bemi), esiti, I-Vangeli engcwele ibalwe kwisahluko — sika —, kuqala kwisahlukwana —.*

Abantu. Makuzukiswe wena, Nkosi.

¶ *Emva kwe-Vangeli abantu bayakufunda okunye bavume : Siyakubulela, Nkosi.*

¶ *Ke ofunda i-Ncwadana nokuba i-Vangeli uyakubeka ebantwini ukuba babe nokuba bonke.*

¶ *Ukuba kuko abangabaptizwanga nabaguquki, apa kungalandela intshumayelo, baze, emva kwayo, bandululwe ngomtandazo nangentsikelelo. Kuze ke kuvunywe, mhlambi kutetwe, ing-Xelo yo-Kolo ngokulandelayo, abantu bemi bonke :*

NDIYAKOLWA ku-Tixo omnye, u-Yise u-Somandla, um-Dali wezulu nomhlaba, Nento zonke ezibonakalayo nezingabonakaliyo :

Nakuyo i-Nkosi inye u-Yesu Kristu, okupela kozelweyo u-Nyana ka-Tixo, Owazalwa ngu-Yise kungekabiko mhlaba, U-Tixo owazalwa ngu-Tixo, Olu-Kanyiso owazalwa nguye olu-Kanyiso, U-Tixo wenene owazalwa ngu-Tixo wenene, Owazalwa, engadalwanga, Emmo nye no-Yise, Zaye zonke izinto zidalwe ngaye : Owati ngenxa yetu tina bantu, nangenxa yosindiso lwetu, wehla ezulwini, WENZIWA WABA YINYAMA NGO-MOYA OYI-NGCWELE NGAYO IN-TOMBI U-MARIYA, WENZIWA WABA NGUMNTU : Waza wabetelelwa emnqamlezweni ngenxa yetu ngo-Pontiyus Pilato, Weva ubunzima, wancwatywa. Wati ngomhla wesitatu wabuya wavuka ngokwezi-Balo, Wenyukela ezulwini, Uhleli ngasekunene kuka-Yise ; Wobuya eze enobuqaqauli agwebe abahleliyo nabafileyo : Obukumkani bungasayikupela.

Ndiyakolwa naku-Moya oyi-Ngcwele, oyi-Nkosi, ongum-Dlisi wobomi, Opuma ku-Yise naku-Nyana, Onqulwayo ezukiswa kunye no-Yise no-Nyana, Owateta ngaba-Profite. Ndiyakolwa yi-Kerike inye, eyi-Ngcwele, eyi-Katolika, eyaba-Postile. Ndivuma u-Baptizo lunye lokuxolelwa kwezono. Ndikangela nokuvuka kwabafileyo, nobomi belizwe elizayo. Amen.

¶ *Andule um-Fundisi azele ebantwini imihla engcwele nemihla yokuzila ye-veki ezayo efanele ukugcinwa. Ati (ukuba kuyafuneka) ashumayele imini yokwe-*

nziwa kom-Tendeleko; kubizwe amagama abazakutshata; kufundwe nencwadi ezivela ku-Bishop, nezokukúpa abantu e-Kerikeni. Ngum-Fundisi kupela onokushumayela nayipi into e-Kerikeni ngezeshalen-Konzo engcwele, naye akanakwenjenjalo engavunyelwanga yimitele yale-Ncwadi, okunye engayalezwanga ngu-Bishop.

¶ *Apa ke kungalandela intshumayelo, ukuba ngaba ayishunyayehwanga pambi kweng-Xelo yo-Kólo.*

UNIKELO.

¶ *Ati um-Priste abuyele e-Tafileni ye-Nkosi, aqale u-Nikelo, ekéta kwezizahlukwana zilandelayo inani alibonayo.*

I-Advent. Gcoba kunene, ntombi u-Tsiyon; duma, ntombi u-Yerusalem; yabona ukumkani wako uza kuwe. *Zech. ix.*

Ngom-Hla we-Kristmas. Sizalelwe umntwana, sini kwe unyana. *Is. ix.*

I-Epifani. Boqubuda kuye bonke okumkani; zimkonze zonke intlanga. *Ps. lxxii.*

I-Lent. Razulani intliziyo yenu, ingabi zingubo zenu, nibuyele ku-Yehova u-Tixo wenu; kuba unobabalo nemfesane. *Joel ii.*

Ngezeshalen-Thungu. Ingcikivo yapúla intliziyo yam, ndapants' ukufa; ndatamba ukukúzwa, akwabikó; nokututuzelwa, andakufumana. *Ps. lxxix.*

I-Pasika. U-Kristu yena uvukile kwabafileyo, waba yintlahlela yabalele ukufa. Aliluya. *1 Cor. xv.*

Uku-Nyukela. Pakamisani intloko zenu, masango, nizipakamise, minyango yapakade; angene lokumkani wozuko. Aliluya. *Ps. xxiv.*

I-Pentekost. Ndowutulula umoya wam pezu kwenyama yonke. Aliluya. *Joel ii.*

Eyom-Triniti. Ngubanina ongeké akoyike wena, Nkosi, angalizukisi igama lako? ngokuba inguwe wedwa ongcwele. *Rev. xv.*

Imihla yaba-Ngcwele. Ziyabulela kuwe, Yehova, zonke izenzo zako; bakubonge abangcwele bako. *Ps. cxlv.*

Ukukúmbula abangasekóyo. Akukó namnye kuti uziddelayo ubomi, akukó namnye uzifelayo. Kuba nokuba siti sidle ubomi, sibudlela i-Nkosi; nokuba siti sife, sifela i-Nkosi: ngoko ke nokuba siti sidle ubomi nokuba siti sife, singabe-Nkosi. *Rom. xiv.*

Ngoxananazo. Malukánye ngokunjalo ukányiselo lwenu pambi kwabantu, ukuze bayibone imisebenzi yenu emihle, bamzukise u-Yihlo osezulwini. *S. Matt. v.*

Ningaziqwebeli ubutyebi emhlabeni, apo konakalisa inundu nomhlwa, nalapo amasela agqoboza ebé: ziqwebeleni ke ubutyebi ezulwini, apo kungonakalisi nundu namhlwa, nalapo amasela angagqoboziyo ebé. *S. Matt. vi.*

Zonke izinto enisukuba ninga bangazenza abantu kuni, yenzani ezikwanjalo nani kubo; ngokuba oko kangum-Teto naba-Profithe. *S. Matt. vii.*

Asingabo bonke abati kum, Nkosi, Nkosi, abayakungena ebu-Kumkanini bezulu; ngokwenzayo ukutanda kuka-Bawo osezulwini. *S. Matt. vii.*

Kúmbulani amazwi e-Nkosi u-Yesu, ngokuba yena wati, Ukupá kunoyolo ngapezu kokuplwa. *Acts xx.*

Makati lowo ufundiswayo ili-Zwi abelane nalowo ufundisayo ngento zonke ezilungileyo. Musan' ukulahllekiswa; u-Tixo yena asingowokuhlekisa: kuba into ate wahlwayela yona umntu wovuna kwa yona. *Gal. vi.*

Njengoko singati sibe netuba, masisebenze okulungileyo kubo bonke; ngokukodwa ke kwabendlu yokólo. *Gal. vi.*

Hayi uyolo lwalowo unyamekela ihlwempu : ngomhla wobubi u-Yehova uyakumhlangula. *Ps. xli.*

Hambani elutandweni, kwa njengokuba naye u-Kristu wasitandayo, wazinikela ngenxa yetu ukuba abe ngumnikelo nedini kuye u-Tixo, ukuba abe livumba elimnandi. *Eph. v.*

Ndiyanivuselela ngoko, bazalwana, ngemfefe zika-Tixo, ukuba niyinkele imizimba yenu ibe lidini elipilileyo, elingwele, elikolekileyo ku-Tixo, inkonzo yenu ke leyo yasengqondweni. *Rom. xii.*

U-Malkitsedeki ukumkani wase-Salem wapuma enesonka ne-wayine; ube ngumenzeleli ka-Tixo osenyangweni. *Gen. xiv.*

Ndiyakubingelela kuwe umbingelelo wombulelo, ndinqule igama lika-Yehova. Ewe, ndiyakuzizalisa izibambâtiso zam ku-Yehova, pambi kwabantu bake bonke. *Ps. cxvi.*

Zivela kuwe zonke izinto, sikunika okuvele esandleni sako. 1 *Chron. xxix.*

† *Koti kusatlelwa ezinye kwezizahlukwana, kuhlanganiswe amalizo avenzela amahlwempu, kwa neminye iminikelo yabantu, ngama-Dikoni nama-Gosa e-Kerike nabanye abantu abafanelekileyo, ngesitya esihle esifunelwe lomsebenzi yi-Parish; basizise ngokubekileyo kum-Priste, oyakusinikela asibeke ngolulamo e-Tafileni engwele.*

† *Ke um-Priste uyakubeka e-Tafileni into eyaneleyo yesonka ne-wayine ati :*

SIKELELA, Nkosi, siyakukunga, ezizipò zako, uzingwalisele lomsebenzi uzukileyo, ukuze ngazo sidliswe umpfumlo nomzimba kuse ebomini bapakade. Amen.

† *Xana kutandazehwa, okunye kubulelwa ngento etile, oko kolungiselelwa ngesimiselo esisikokeliso apa okunye pambi ko-Nikelo.*

Kwakukóva ukwenziwa oko, um-Priste uyakuti :

Masitandazele lonke ibandla le-Kerike ka-Kristu.

TIXO Somandla ongunapakade, osifundisileyo ngom-Postile wako ongwele ukuba senzele abantu bonke imitandazo, izitafuziso, nemibulelo; siyakukunga ngolulamo ukuba wamkele ngezibele zako [amalizo na] leminikelo yetu, uyive lemitandazo yetu siyinkele kuwe, Somkulu; sikukunga ukuba uhlale uyigalela i-Kerike eyi-Katolika ngomoya wenyano, womanyano, nowovumelano: Baze bonke abavuma i-Gama lako elingwele bavumelane ngenyaniso ye-li-Zwi lako, bahlale bebanye ngotando. Siyakukunga kanjalo ukuba ukokelele zonke intlanga ebulungiseni naseluxolweni. Laua bonke o-Kumkani, ab-Ongameli, naba-Pati, ukuze ilizwe lilaulwe ngokulunga nangokuzola. Usinike isicaka sako u-GEORGE, u-Kumkani wetu, abakónzi bake, nengqungqutela zake ezilaulayo, nabo bonke abasemagunyeni kulo lonke alongameleyo, ukuba balungise ukugweba bengakéti bantu, kuze kohlwaywe aboni nezikohlakali, kusekwe inkonzo yako yenyano nobulungisa.

Banike ubabalo, Bawo wasezulwini, bonke o-Bishop, naba-Priste, nama-Dikoni, ngokukodwa isicaka sako u-N. u-Bishop wetu, baze bati ngentlalo nangokufundisa balibonakalise ili-Zwi lako eliyinyaniso elipilileyo, bazipáte ngokufanelekileyo i-Sakramente zako ezingwele ngoko kumisiweyo: Nabantu bako bonke ubapé amandla asezulwini; ngokukodwa aba bakóyo apa; ukuze balive ili-Zwi lako elingwele balamkele ngentliziyo elulamileyo, nangohlonelo olufaneleyo; bakukénze ngobungwele, bahlale belu-

ngisa yonke imihla yabo. [Luleka upumelelise, siyakutandaza, bonke abo bazamela ukusasaza in-Daba zako ezilungileyo ezintlangeni.]

[Nika ukukanya ko-Moya wako kuzo zonke izi-Kolo, kwa nen-Kundla zemfundo epakamileyo, ukuze ilizwe lizaliswe kukwaziwa kwenyaniso yako.] [Banike bonke abantu emisebenzini yabo ukuba bazamele impumelelo yabantu bonke, bandise ububele nobuzalwane ehlabatini.]

Nabate, Nkosi, kobubomi bupelayo bakatazeka, nabasezintsizini, nabasweleyo, nabagulayo, nabahlelwa nabubupina ububi, ubavelele ubasize.

Siziyaleza eluginweni lwako, Nkosi, zonke izicaka zako ezemkayo kobubomi ziselukolweni lwako nasekukoyikeni, sikukunga ukuba uzenzele inceba, uzinike ukukanya noxolo kaloku nakwimini yovuko.

Saye sikubabaza ngokukulu wena, Nkosi, sikubulela ngokupéleleyo ngentliziyo ngenxa yobabalo olungum-mangaliso kwanokulunga okutyiliweyo kubo bonke aba-Ngcwele bako, ngokukodwa kwintombi encomekayo u-Mariya, u-Nina wo-Nyana wako u-Yesu Kristu, i-Nkosi yetu u-Tixo wetu, nakumanyangetse angcwele, aba-Profite, aba-Postile, naba-Feli; sikukunga ukuba usinike ubabalo, ukuze siti, sivuya ebudlelaneni baba-Ngcwele, kananjalo silandela umzekelo olungileyo wabo bakukonzileyo apa, sibe ngabankeli kunye nabo bobukumkani bako basezulwini:

Kwenze oku, Bawo, ngenxa ka-Yesu Kristu, osilamlelayo, enguye yedwa ositetelelayo. *Amen.*

ISILUNGISELELO.

¶ *Aze um-Priste abékise kwabo baza kuvamkela um-Tendeleko ati,*

NINA niguqkayo ezonweni zenu ngokwenyaniso, nihleli nitandana nabamelwane benu, enizaku-

linga ukuhlala ngesimilo esitsha, nyibamba imiteto ka-Tixo, nihamba ngendlela zake ezingcwele: Sondelani ngokólo, namkele le-Sakramente ingcwele inomele; nenze ingxelo yezono zenu ku-Tixo u-Somandla, niguqile ngamadolo.

¶ *Kwandule kwenziwe leng-Xelo egameni labo bonke abazimisele ukvamkela um-Tendeleko, ngomnye waba-Fundisi; yena nabantu bonke beguqile ngamadolo, besith,*

TIXO Somandla, Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, m-Dali wento zonke, m-Gwebi wabo bonke abantu; Siyazivuma sizililela izono zetu ezininzi nenkohlakalo yetu, Esizenzileyo amaxesha ngamaxesha, Ngokucinga, ngokuteta, nangokwenza, Sicásene nobukulu bako, Sikuqumbisa wena ofanele ukuqumba. Siyaguquka ngokwenene, Intliziyo zetu ziluzizi ngenxa yezigqito zetu; Kubuhlungu nokuzikumbula; Ziyasisinda asinakuzitwala. Senzele inceba, Senzele inceba, Bawo onceba ingenakulinganiswa; Ngenxa yo-Nyana wako i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, Sixolele konke okudlulileyo; Wenze okokuba sihlale sikonza sikukólisa ngentlalo entsha, Kuze kudunyiswe i-Gama lako; Ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Ati um-Priste (nokuba ngu-Bishop xa akóyo) eme, abéke ebantwini, asitete esisi-Kúlulo, ati,*

U-TIXO u-Somandla, u-Bawo wetu wasezulwini, ote ngencebha yake enkulu wabatembisa ukuxolelwa kwezono bonke abanenguquko yentliziyo nokólo olunyanisekileyo; Makabe nenceba kuni; anixolele anikúlule kuzo zonke izono zenu; aniqinise anomeleze kuko konke okulungileyo; ade aningenise ebomini obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Aze ati um-Priste,*

YIVANI amazwi amnandi awatetayo um-Sindisi wetu u-Kristu kubo bonke abaguqukela kuye ngokwenyaniso.

Yizani kum nonke nina nibulalekayo nisindwayo ngumtvalo, ndoninika ukupumla. *U-Mateyu o-Ngcwele xi. 28.*

Wenjenje u-Tixo ukulitanda kwake ihlabati ude wanikela u-Nyana wake okupela kwamzeleyo, ukuze bonke abakolwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunapakade. *U-Yohane o-Ngcwele iii. 16.*

Yivani noko akutetayo u-Paulos o-Ngcwele.

Litembekile ilizwi eli, lifanelwe kukwamkelwa konke, eli lokuba u-Kristu Yesu weza ehlabatini ukuba asindise aboni. *I ku-Timote i. 15.*

Yivani noko akutetayo u-Yohane o-Ngcwele.

Ukuba kukó ote wona, sinom-Teteleli kuye u-Yise, u-Yesu Kristu ilungisa; yena ulucamagushelo lwezono zetu. *I ka-Yohane o-Ngcwele ii. 1.*

UKUNGCWALISA.

¶ *Ati um-Priste, emi ngase-Tafileni, alungise isonka ne-wayine, aze abe nokusiqekeza isonka kakuhle pambi kwabantu, nokuyitabata indebe ezandleni zake, andule enze um-Tandazo woku-Ngcwalisa njengoko kulandelayo.*

Um-Priste. I-Nkosi maibe nani.

Impendulo. Ibe nomoya wako.

Um-Priste. Pákamisani intliziyo zenu.

Impendulo. Siyazipákamisela e-Nkosini.

Um-Priste. Masibulele e-Nkosini ku-Tixo wetu.

Impendulo. Kufanelekile kulungile ukwenjenjalo.

¶ *Woza um-Priste abéke e-Tafileni ye-Nkosi, ati,*

KUFANELEKILE kunene, kulungile, yaye ingumsebenzi wetu esimelwe kukuwenza, ukuba siti ngamaxesho onke, nakuzo zonke indawo, sibulele kuwe, Nkosi, Bawo ongcwele, Somandla, Tixo ongunapakade.

¶ *Koti kulendawo ukuba ngumhla onesibongo sawo esimisiweyo (amapépá 23-26) kulandele sona, okunye kohanjiswa kutiwe ngemini ye-Cawa :*

ONGU-TIXO omnye, oyi-Nkosi enye, uno-Nyana wako okupela kozelweyo, no-Moya oyi-Ngcwele, ukwim-Milo n-Tatu yezimmo nakubo ubu-Nye bem-Mo, odale zonke izinto ngeli-Zwi lako lapakade. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, etc.

¶ *Ngeminye imihla kolandela :*

NGAKO oko kunye ne-Ngelosi nezin-Kulu kuzo, nomkosi wonke wasezulwini, siyalibonga silidumise i-Gama lako elingcwele; sihlala sikubonga sisiti :

Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, Nkosi Tixo wemikosi, izulu lizele kwa nomhlaba bubuqaqauli bako: Makuzukiswe wena, Nkosi epezu konke. Amen.

LONKE uzuko nombulelo kuwe, Tixo Somandla, Bawo wasezulwini, kuba ute ngenceba yako wanikela okupela ko-Nyana wako u-Yesu Kristu ukuba abutabatele kuye ubuntu betu, eve ukufa emnqamlezweni ngenxa yokusindiswa kwetu; owati ezinikele kóna kwa kanye wenza idini elizalisekileyo, nomnikelo ofezekileyo, nentlaulelo eyaneleyo, ngenxa yezono zabantu bonke; wati e-Vangelini yake

wasimisela isikumbuzo sokufa kwake esiyakuhlala sisenziwa, ade abuye eze.

Sipulapule, siyakukunga silulamile, Bawo onenceba; usipé ukuba siti sizamkela nje ezizidalwa zako, isonka

* *Woti apa um-Priste asitabatele isitya ezandleni zake:*

† *Ati apa aqé-keze isonka:*

‡ *Woti apa asibeke isandla pezu kwazo sonke isonka:*

§ *Woti apa asitabatele indebe ezandleni zake:*

|| *Ati apa asibeke isandla pezu kwazo zonke isitya ezinewayine ezakungwaliswa.*

ngokuba ||li-Gazi lam eli lom-Nqopiso omtsha, elipá-lalela nina nabaninzi ukuze kuxolelwe izono: Ngamaxsha onke enisukuba niyisela, kwenzeni oku kube sisikumbuzo ngam.

Ke ngoko, Nkosi, Bawo wasezulwini, ngokwesimisele so-Nyana wako otandiweyo, u-Yesu Kristu, um-Sindisi wetu, tina zicaka zako ezilulamileyo, ngokukumbula intlungu zake ezibubomi, nokufa kwake okuxabiso likulu, ukuvuka kwake okunamandla, nokunyukela kwake okuzukileyo, sikunikela incamisa yombulelo wentliziyo ngenxa yamalungelo angenakubalwa asenzele wona; siti sikulindele ukuza kwake okunamandla nobuqaqauli obukulu, sinikelele apa kuwe, Somkulu, esisonka singwele sobomi bapakade nalendebe yosindiso lwapakade; saye sikukunga ngolulamo ukuba usigalele nezizipó

zako ngo-Moya wako oyi-Ngcwele, ukuze siti sonke esingabankeli balom-Tendeleko ongwele samkele ngokufanelekileyo um-Zimba ne-Gazi lo-Nyana wako elixabiso likulu, sizaliswe ngobabalo nangentsikelelo yasezulwini.

Tina esilangazelelayo ukulunga kwako, siyakutandaza ngokupéleleyo ukuba mauti ngobubele bobuzali bako ulamkele elidini letu lombongo nombulelo; sikukunga ngolulamo okokuba usipé ukuba tina ne-Kerike yako yonke sizuze, ngemfaneleko nokufa ko-Nyana wako u-Yesu Kristu, nangokólo e-Gazini lake, uxolelo lwezono zetu, nawo onke amanye amalungelo entlungu zake.

Nakaloku, Nkosi, sizinikela kuwe, imizimba nemi-pefumlo yetu, ukuba sibe lidini eliqondakalayo, elingwele, elipillileyo.

Nangona singafanele, ngenxa yezono zetu ezininzi, ukukwenzela idini, kodwa sikukunga ukuba uyamkele lenkonzo yetu, esimelwe kukuyenza; ungalinganiseli ukufaneleka kwetu, kodwa usixolela izipóso zetu, ngenxa ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu; esiti ngaye sizukise wena Bawo, uno-Nyana wako lowo, nibanye no-Moya oyi-Ngcwele, ngonapakade.

¶ *Apa ke mal'ati bonke abantu: Amen.*

Njengokuba um-Sindisi wetu u-Yesu Kristu esiyalelele wasifundisa sinobuganga bokutí:

¶ *Uyakuti ke um-Priste atandaze kunye nabantu ngom-Tandazo we-Nkosi:*

BAWO wetu osezulwini, Malingwaliswe i-Gama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Sipé namhla-nje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati

sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Usisindise enkohlakalweni: Ngokuba ubukumkani bobako, Namandla, nozuko, Ngonapakade. Amen.

UKWAMKELA.

¶ *Kotiva cwaka umzuzwana, ze ke kulandele lomtandazo, utetwe ngum-Priste eguqile, egameni labo bonke abazakuwamkela um-Tendeleko:*

NKOSI enenceba, asizi kule-Tafile yako ngokuzingca, sitemba obetu ubulungisa, kodwa siza sitemba inceba zako ezinkulu. Asifanelekile kucōla nemvutuluka epantsi kwe-Tafile yako. Kodwa usekwayilo-Nkosi, kuna ukuba nenceba; Sipē ngoko, Nkosi Sobubele, ukuba siti sisidla inyama yo-Nyana wako oyintanda, u-Yesu Kristu, silisela negazi lake, kuhlanjululwe lemizimba yetu enezono ngomzimba wake, iti nemipefumlo yetu ihlanjululwe ngegazi lake elinqabileyo, sihlale sihlale kuye, naye ahlale kuti, ngonapakade. Amen.

¶ *Andule um-Priste aqēzeze isonka, amkele ngokwake um-Tendeleko ngentlobo zombini, ati emva koko abamkelise o-Bishop, naba-Priste, nama-Dikoni, (za bakōyo), andule abanike abantu ngabanye, ezandleni zabo, beguqile ngentobeko. Woti akunikela isonka emntwini atele lamazwi, ati,*

UMZIMBA we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu owanikelelwa wena, mawugcine umzimba nompefumlo wako ngonapakade. Tabata udle oku, ukumbula ukuba u-Kristu wafela wena, udle yena entliziyweni yako ngokōlo nangombulelo.

¶ *Ati um-Fundisi akunikela indebe emntwini atele lamazwi, ati,*

IGAZI le-Nkosi yetu u-Yesu Kristu elapālalela wena, maligcine umzimba nompefumlo wako ngonapakade. Sela oku, ukumbula ukuba i-Gazi lika-Kristu lapālalela wena, ubulele.

¶ *Okanye um-Priste pambi kokubanika isonka abantu, ati kubantu bonke:*

SONDELANI, namkele um-Zimba ne-Gazi le-Nkosi yetu u-Yesu Kristu ezanikelelwa nina, nidle yena ezintliziyweni zenu ngokōlo nangombulelo.

¶ *Ke ukuba utshilo, uyakuti xana anikela isonka emntwini:*

UMZIMBA we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu mawugcine umzimba nompefumlo wako ngonapakade.

¶ *Nom-Fundisi onikela indebe emntwini uyakuti:*

IGAZI le-Nkosi yetu u-Yesu Kristu maligcine umzimba nompefumlo wako ngonapakade.

¶ *Ati um-Priste, za sebamkele bonke, abuyele e-Tafileni ye-Nkosi, ati ngohlono abeke pezu kwayo oko kuseleyo kwezonto zingowalisiweyo, akugqubulele nge-linen emhlope entle; mhlarumbi ngokubona kwake akwamkele ngembeko.*

UMBULELO.

¶ *Andule ke ukwenza lom-Bulelo ngom-Tendeleko.*

Um-Priste. Bulelani i-Nkosi, ngokuba ilungile; *Impendulo.* Ngokuba ingunapakade inceba yayo.

TIXO Somandla ongunapakade, siyakubulela ngentliziyoyonke kuba uvumile ukusipā tina esite sazamkela ezimfhlakalo zingowele ukuba sidle ukudle kompefumlo okungum-Zimba ne-Gazi elinqabileyo

lo-Nyana wako u-Yesu Kristu um-Sindisi wetu; usiqinisele ngazo utando nokulunga kwako; sibulela nokuba singamalungu kanye amiliselweyo emzimbeni wo-Nyana wako, olibandla elingwele lawo onke amakòlwa; sikwazindlamafa ngetemba zobomi bapakade, ngenxa yemfaneleko zokufa okuxabiso likulu nokuva intlungu ko-Nyana wako otandiweyo. Siyakukunga ngentobeko, Bawo wasezulwini, ukuba usinceda nje ngobabalo lwako, size sihlale kobobudlelane bungwele, senze yonke imisebenzi elungileyo osimisele ukuba siyenze, siyihambe nendlela oti masihambe ngayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, onokuzukiswa nawe, no-Moya oyi-Ngcwele, ngonapakade. Amen.

¶ *Kwandule kutetwe okunye kuculwe,*

UZUKO ku-Tixo opezulu, uxolo emhlabeni, inkolelo ebantwini. Siyakubonga, sikuncoma, sikunqula, sikuzukisa, sikubulela ngenxa yobukulu bozuko lwako, Nkosi Tixo, Kumkani wasezulwini, Tixo Bawo Somandla.

Wena Nkosi, Nyana okupéla kozelweyo, Yesu Kristu; Nkosi Tixo, m-Vana ka-Tixo, Nyana ka-Yise, wena osusa izono zelizwe, senzele inceba. Wena osusa izono zelizwe, wamkele umtandazo wetu. Wena uhleliyo ngasekunene kuka-Tixo u-Yise, senzele inceba.

Ngokuba nguwe wedwa ongcwele; nguwe wedwa oyi-Nkosi; nguwe wedwa, Kristu, no-Moya oyi-Ngcwele, ongopezu konke ebuqaqaulini buka-Tixo u-Yise. Amen.

¶ *Ati um-Priste (u-Bishop ukuba ukò) abandulule ngalent-Sikelelo.*

UXOLO luka-Tixo, olugqita kuko konke ukuqonda, malugcine intliziyo nengqondo xenu

nimazi nimtande u-Tixo, no-Nyana wake u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: ati u-Tixo u-Somandla, u-Yise, u-Nyana, u-Moya oyi-Ngcwele, anisikelele ahlale kuni ngonapakade. Amen.

¶ *Imi-Tandazwana enokutetwa emva kom-Tandazwana walomini, okunye pambi kwent-Sikelelo. Eminye imi-Tandazwana inokuwunyelwa ngu-Bishop xa ifunekayo.*

M-TRINITY o-Ngcwele, yamkela ngotando lenkono zokuqula ngayo; langa elidini libekwe pambi kwako lingamkeleka kuwe, Somkulu. Usinike amandla kunye nabo bonke esite salinikelela bona; ohleli ulaula ungu-Tixo omnye kude kuse epakadeni. Amen.

NKOSI, Yesu Kristu, owati kuba-Postile bako, Uxolo ndilushiya nani, uxolo lwam ndilunika nina; ungakangeli izono zetu, kodwa ukangele ukòlo lwe-Kerike yako, onga ungayinika oloxolo lokuba ibe nye ngokwentando yako; ohleli ulaula uno-Yihlo no-Moya oyi-Ngcwele, emnye u-Tixo, ngonapakade. Amen.

NKOSI Tixo wapakade, ogcine yonke imipefumlo ebomini; siyakukunga ukuba utòbe e-Kerikeni yako yonke ese-Paradesi nalapa emhlabeni imitá eqaqambileyo yokukanya kwako nentutuzelo yasezulwini; usinike ukuba silandela umzekelo olungileyo wabo bakutandileyo bakukónza apa, besekupumleni ngoku, siti kunye nabo ekupéleni singene kwinzaliseko yovuyo lwako olungapélendawo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

SINCEDE, Nkosi, kwezizikungo zetu, uzibékise sizicaka zaku endleleni esinga ebomini bapakade; size siti kuzo sonke izinto esinokusihlela kobubomi

bupélayo sihlale silondolozwa ngoncedo lwako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

NKOSI Somandla, Tixo ongunapakade, siyakukúnga ukuba mauzilungise, uzingwalise, uzipáte intliziyo zetu nemizimba yetu sihambe ngendlela ye-Lizwi lako, siyenze imiteto yako; size siti ngokusigcina kwako okunamandla silondolozwe umzimba nompefumlo kaloku nangunapakade, ngaye oyi-Nkosi nom-Sindisi wetu u-Yesu Kristu. *Amen.*

YENZA, siyakukúnga, Tixo Somandla, ukuba lamazwi siwavileyo ngendlebe amiliselwe nguwe ezintliziweni zetu, size sivelise iziqámo zentlalo elungileyo, kuze kubekwe kudunyiswe i-Gama lako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

SIKOKELE, Nkosi, kuyo yonke imisebenzi yetu ngobabalo lwako olukulu, usihambise ngoncedo lwako olungapéliyo; ize yona iqalwe, ihanjiswe, ifeziselwe kuwe, sidumise ngayo i-Gama lako elingwele, side siti ekugqibeleni ngencebá yako sizuze ubomi bapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO Somandla, m-Tombo wabo bonke ubulumko, ozaziyo zonke intswelo zetu singekaceli, nokuningazi kwetu ukucela; Siyakukúnga ukuba ube nosizi ngenxa yobutataka betu, usipé ezonto esoyika ukuzicela ngokungazifaneli kwetu, nezo singenakuzicela ngobumfama betu, ngenxa yemfaneleko yo-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO Somandla, otembisileyo ukuba uyakuziva izicelo zabo bacelayo nge-Gama lo-Nyana wako; Sipulapule, siyakukúnga, tina sizenzileyo pambi

kwako izicelo zetu; usipé ukuba sizizuze ezonto sizicelileyo ngokólo nangokwentando yako, kuze kusizwe tina, kuzukiswe wena; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

IZIBONGO.

Ngom-Hla we-Kristmas, kude kufike i-Epifani, nangemi-Hla yoku-Hlanjululwa noku-Shunyayezwa kwen-Tombi u-Mariya, [amazwi ati 'kwa njengeli-xesha' eshiyiwe ngalomihla].

KUBA wamnikayo u-Yesu Kristu okupéla ko-Nyana wako ukuba azalelwe tina kwa njengelixesha; owati, ngo-Moya oyi-Ngcwele, wenziwa waba ngumntu ngenyaniso wemmo yen-Tombi u-Mariya unina; aze ati yena engenasono asihlambulule zonke izono. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, *etc.*

Nge-Epifani, nangemihla esixénxe elandelayo.

NGO-YESU KRISTU i-Nkosi yetu, owati ekwinyama yetu enokufa walubonakalalisa uzuko lwake, ukuze abakúpe bonke abantu kuzo zonke indawo ebumnyameni, abazise ekukányeni kwake okungummangaliso. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, *etc.*

Ngolwesi-Ne pambi kwe-Pasika.

NGO-YESU KRISTU i-Nkosi yetu, owati, ebata ndile abake ababeshlabatini wabatanda kwada kwasekupéleni, waza ngobusuku obandulela ukufa kwake wamisela ezimfihlakalo zingcwele, ukuze, sisamkela amalungelo en-Tlungu zake, sipilisiwe lu-Vuko lwake, sibe nobudlelane ngobu-Tixo bake, sizaliswe ngako konke ukuzala kuka-Tixo. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, *etc.*

Ngom-Hla we-Pasika, kude kufike um-Hla woku-Nyukela.

KOKO sifanele ukukubonga ngakumbi ngenxa yokuvuka okuzukileyo ko-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: kuba yena uyim-Vana yenyano ye-Pasika, eyanikelwa ngenxa yetu, yazisusa izono zelizwe; ote ngako ukufa kwake wakatshabalalisa ukufa, wati ngokuvuka kwake wasibuyisela ebomini bapakade. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, *etc.*

Ngom-Hla woku-Nyukela, kude kufike um-Hla we-Pentekost.

NGENXA yo-Nyana wako otandiweyo u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: owati emva kokuvuka kwake okuzukileyo wabonakala kuba-Postile bonke, wati bekangele wenyukela ezulwini ukuya kusilungiselela indawo; ukuze apo akona yena, sinyukele kona nati, silaule sinaye enywebeni. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, *etc.*

Ngom-Hla we-Pentekost, nangemihla emitandatu elandelayo.

NGO-YESU KRISTU i-Nkosi yetu; owati, emva kokunyukela kwake ngapezu kwawo onke amazulu wahlaliswa ngasekunene kobungangamsha bako, waza ngokwanjengelixesha watululela pezu kwabantwana bonyulo u-Moya wako oyi-Ngwele ongumniki wobomi, ukuze ngamandla ake azukileyo uvuyo lwendaba ezilungileyo zapakade luvakaliswe kulo lonke ihlabati; esite ngazo sakutshiwa ebunyaneni nasekulahlekeni saziswa ekukanyeni okusulungekileyo nasekukwazini okuyinyaniso no-Nyana wako um-Sindisi wetu u-Yesu Kristu. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, *etc.*

Nge-Cawa yom-Trinititi.

ONGU-TIXO omnye, oyi-Nkosi enye, uno-Nyana wako okupela kozelweyo, no-Moya oyi-Ngwele, ukwim-Milo n-Tatu yezimmo nakubo ubu-Nye bem-Mo; kuba oko sikolwa kuko ngozuko lwako, Bawo, sikolwa kwa kuko ngo-Nyana, nango-Moya oyi-Ngwele, kungeko mahluko mhlaumbi kungalingani. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, *etc.*

Ngom-Hla wokwenziwa wakumila kumbi.

NGOKUBA uzuko luka-Lizwi wako owaba yinya ma lwabengezela entabeni engwele kumanqina obungangamsha bake, atyileka amandla kwa nokuza kobukumkani bake naba-Ngwele bake ekukanyeni. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, *etc.*

Ngom-Hla waba-Ngwele bonke; nangemi-Hla yaba-Postile naba-Bali be-Vangeli, nangom-Hla wokuzalwa kuka-Yohane um-Baptizi (ngapandle kokuba ube um-Bongo womnye wemi-Gcobo emikulu umiselwa ukufundwa).

OTE kwaba-Ngwele bako wasinika umzekelo wobomi bobu-Tixo nesiqiniselelo esizukileyo setemba lobizo lwetu; ukuze, sifaulwe lilifu elikulu lamanqina, sibe nokulubaleka ngomonde ugqatso olubekwe pambi kwetu, size samkele kunye nabo isitsaba esizukileyo esingabuniyo. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, *etc.*

Ngoku-Kumbula abangasekoyo.

NGO-YESU KRISTU i-Nkosi yetu, ozise ubomi nokungonakali ekukanyeni, ukuze tina, esixi-nzelelweyo ngumtwalo wezono nokufa, singabi lusizi njengabangenatamba; kuba siyazi ukuba, xana ite

yacitwa indlu yetu esemhlabeni engumnquba, sine-sona sakiwo sisiso. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, etc.

Ngo-Nikelo lwe-Kerike, okanye um-Kumbulo wo-Nikelo.

OTI WENA uzamkele izindlu zasemhlabeni ezinikelwayo kulo igama lako, oti kuzo ubapokozele abantu bako izipó zobabalo, nangani i-Zulu lamazulu lingakwanele, nozuko lwako lukulo lonke ihlabati. Ngako oko kunye ne-Ngelosi, etc.

¶ *Makati um-Fundisi, xa axelayo ukuba um-Tendeleko uzakubakó, aqúbe esisi-Yalo silandelayo. Esisi-Yalo ke makasenze pambi kwemi-Gcobo emikulu, nangamanye amazeshá ngokutanda kwake.*

BATANDWA, ngo— ndiyakuti ngoncedo luka-Tixo ndiyenzele bonke abayilungiselelweyo ngentliziyo nangokutandaza i-Sakramente yom-Zimba ne-Gazi lika-Kristu; eyakwamkelwa ngabo ukubakumbuza ukubetelelwa kwake emnqamlezweni nokuva kwake ubunzima; esiti ngako sizixolelwe izono, senziwe sibe ngabamkeli bobukumkani bezulu.

Ngako oko simelwe kubulela ngentliziyo yonke ku-Tixo u-Somandla u-Bawo wasezulwini, ngenxa yokuba esipile u-Nyana wake um-Sindisi wetu u-Yesu Kristu, angabi ngowasifelayo nje kodwa, abe kukudla nokomelezwa kwemipefumlo yetu kuyo i-Sakramente leyo ingcwele; enditi, ngenxa ka-Tixo, ndinimemele kuyo nina nonke enikóyo apa, ate u-Tixo wanibiza ngokwake ngotando; ndiyaniqononondisa ukuba niwamkele lom-Tendeleko ungcwele, njengokuba nilutanda usindiso lwenu.

Yinto elula emntwini ukuti, Andiz' ukwamkela, kuba ilizwe liyandipazamisa. Kodwa ke izilandulo ezilolohlobo azamkeleki ngokulula pambi ko-Tixo.

Ke nawupina umntu oti, Ndingumoni olusizi, ke ngoko ndiyoyika ukuza: yinina ke ukuba ningaguquki nilungise? Ndiyanikúnga ke ngoko, ngenxa ye-Nkosi u-Yesu Kristu, ukuba ningali ukuza kule-Sakramente ingcwele esiti kuyo sidle i-Nyama ka-Kristu, sisele ne-Gazi lake ngokwasemoyeni, sibe kuye u-Kristu, no-Kristu abe kuti, sibe banye no-Kristu, no-Kristu abe mnye nati.

Ke ngenxa yokuba simele ukuzamkela ezimfihlakalo zingcwele ngentliziyo eguqukayo nangokólo olupilileyo, ngumsebenzi wam ukuniqononondisa ukuba nikumbule ubukulu balemfihlakalo ingcwele, nicinge nangendlela ati u-Paulos o-Ngcwele abaqononondise bonke abantu ukuba bazivavanye ngokwabo ngokucokisekileyo pambi kokuba badle kwesosonka, basele kulondebe. Zigwebeni ke ngoko ngokwenu, bazalwana, ukuze ningagwetywa yi-Nkosi; zivavanyeni ngokwenu ngokommiselo wemiteto ka-Tixo; yibani nokólo olupilileyo olute-búxe ku-Kristu um-Sindisi wetu, bupónongeni ubomi benu, nibe nokutandana nabantu bonke; naye niyakuba ngabamkeli abafanelekileyo bezimfihlakalo zingcwele.

Nize niti nakubona ukuba animonanga yedwa u-Tixo, nisuke nona nabantu, yiyani nixolelane nabo; nizimisele ukuba niyakubalungisela ngako konke eninako ezintweni zonke enite nabona ngazo, nibabuyisele. Ze niti kanjalo nizimisele ukubaxolela abanonileyo, njengokuba nani ninga ningazixolelwa izipóso zenu ngu-Tixo.

Nangenxa yokuba umntu engenakuza em-Tendelekweni ungcwele ongatemi kanye ububele buka-Tixo, ontliziyo yake ikatazekileyo; ukuba kukó owakuni ontliziyo yake ingavumiyo ukututuzeleka, ofuna olunye uncedo, namanye amacebo, makeze kum, ati mhlaumbi aye komnye um-Priste, amxelele usizi lwake, aze ati ngokusetyenzelwa hili-Zwi lika-Tixo

azuze uncedo lokukúlulwa, ndawonye nokululekwa kompefumlo wake, kuze kuxole intliziyo yake, lutiwaka uvalo lwake.

¶ *Asisayi kwenziwa isi-Dlo se-Nkosi ngapandle kokuba kube kukó omnye owamkela nom-Priste.*

¶ *Apo kukó iqela laba-Priste nama-Dikoni bayakuwamkela bonke um-Tendeleko kunye nom-Priste i-Cawa nge-Cawa, ukuba abanasizatu sibatintelayo.*

¶ *Ukuze kungabikó nkani nangeinga zimbi malunga nesonka ne-wayine, kwanele ukuba isonka sibe sesidlilwa ngabantu; siti kodwa sibe sesengólowa eyona intle icolekileyo, engazutywanga nanto.*

¶ *Ukuba isonka esingwalisiweyo nokuba yi-wayine ipélile bengekamkeli bonke, um-Priste makangwalise ngapezulu, (a) isonka ne-wayine, ewapinda amazwi om-Tandazo woku-Ngcwalisa, egala ngo: "Sipulapule, siyakukúnga silulamile, Bawo onenceba," apéle ngo: "nangentsikelelo yasezulwini"; mhlambi (b) ngalawo okungwalisa isonka okanye i-wayine ase-Ncwadini yom-Tandazo.*

¶ *Ukuba kukó okuseleyo kwisonka ne-wayine koko kungwalisiweyo, akusokupunywa nako e-Kerikeni, kodwa kuyakudlilwa kuselwe ngentobeko ngum-Priste, nabayakúti ababizele kuye: ngapandle kokuba kube kulungiselelwe ngendlela yimbi kwisi-Miselo sokwamkeliswa kwabafayo.*

¶ *Isonka ne-wayine zom-Tendeleko ziyakufunwa ngum-Fundisi nama-Gosa e-Kerike ngemali emelwa kutolwa ngabantu.*

¶ *Kuyimfanelo yomamkeli ukuti azike ukuyamkela i-Sakramente e-Ngcwele, ngokukodwa ngayo yonke imi-Gobo emikulu ye-Kerike, eti ibe ngomnye wayo i-Pasika. Umamkeli we-Kerike yeli Póndo unyanzelwe ngumteto we-Kerike ukuba amkele um-Tendeleko ongwele katatu enyakeni ubuncinane.*

¶ *Iminyaka yonke ngezesho le-Pasika bonke abantu mabatole imitumo yabo kum-Fundisi, kolaulayo, okanye kumncedisi, okanye kwibamba lake, okanye labo; bahlaule kuye, okanye kubo, zonke imali ze-Kerike ekulisiko ukuzihlala ngoko nangelozesha.*

¶ *Yakugqitywa in-Konzo engcwele imali yo-Nikelo iyakuchithwa imisebenzi etile efanelekileyo, ngokubona kom-Fundisi nama-Gosa. Ukuba abavumelani, wo-weba u-Bishop.*

¶ *Ngemihla ekusetyenzwa ngayo, ingeyiyo yemi-Gcobo, ing-Xelo yo-Kólo no-"Uzuko ku-Tixo opezulu" zingayekwa ngemvume ka-Bishop, nokulandelayo kube sendaweni yesi-Vumo sez-Ono nesi-Kúlulo esi-LUNGISELELWENI (ipépa 13):*

Um-Priste nabantu. Siyavuma ku-Tixo u-Somandla, u-Yise, u-Nyana, no-Moya oyi-Ngcwele, okokuba sonile ngengcinga, ngamazwi, nangezenzo, ngetyala letu elikulu. Ke ngoko siyamtandaza u-Tixo ukuba asipáte ngenceba.

Um-Priste. U-Tixo u-Somandla makanenzele inceba, anixolele zonke izono zenu, anihlangule kuko konke ukungalungisi, aniqinise anomeleze kubo bonke ubulungisa, ade anizise ebomini bapakade. Amen.